

1  
274

Account of Lembala  
and custom. K11/40

s774(2) 1 b

A13/2/40

J. Makalima

1.

Imbali.

1. Igama lohlanga: Amamfengu akwaNguni
2. Igama lomzali wenkosi: uMawosha
3. Isici: Akuko sici santo kwelibandla, kunqulwa uTixo yedwa.
4. Igama lenkosi: Ngu Julius Makalima
5. Amagama enkosi pambi kwake:-
  - (a) Bushula (c) Makalima
  - (b) Lize (d) Mawosha
6. Inkosi zonke: Julius, Bushula, Lize, Makalima and Mawosha.
7. Indawo ezizalelwwe kuzo:

uJulius uzalelwwe eSidwadweni. uMakalima wazalelwwe e Lutukela  
uLize wazalelwwe eLutukela. uMawosha wa zalelwwe e Lutukela.
8. Amagama oyise: uJulius uzalwa ngu Bushula. UBushula uzalwa ngu Lize. uLize uzalwa ngu Makalima. uMakalima uzalwa ngu Mawosha.
9. Amagama, neziduko zonina: uNina ka Julius ngu Nozinduku, uMamtoh isiduko, imfengukazi u nina ka Bushula ngu Mankomo, imfengukazi. Unina ka Lize ngu Manqo. Tula imfengukazi. Unina ka Makalima noka Mawosha abaziwa konke.
2. 10. Indawo ababehlala, bebeete kuzo:

uJulius uvele wapata apa eSidwadwer'  
uBushula uvele wapata apa naye  
uLize upete eFyume, eNqanqaru, wada weza apa eSidwadweni.  
uMakalima no Mawosha babepete e Lutukela.
11. Ezinye indawo abaya kuzo:

uJulius Makalima wazalelwwe apa eSidwadweni waza wapata kona.  
uBushula upete apa e Sidwadweni esuka noyise eNdenxe.  
uLize wayepete eNdenxe nalapa eSidwadweni.  
uMakalima wayepete eZweni, nase Fyume. uMawosha wayepete eZweni nase Lutukela.
12. Imfazwe Abazilwayo: uJulius Makalima wati engumfana waye eFrance eyokunceda uRulumente emkosini. uBushula, ulwe imfazwe ka Hopu, ka Mhlontlo owaye bulele imantyi, walwa eyama Bhulu 1899-1902 eyase France 1914. uLize ulwe eka Nongqawuse, eka Mlanjeni, neka Ngcayicibi eka Hopu neyamaBhulu. dMakalima asazi mfazwe ake wayilwa wangena ku Lilungu eMqwashini. uMawosha naye asazi mfazwe wake wayilwa kuba ngu kokoc okude kakulu.

/13 Izinto.....

13. Izinto ezizezinye abazenzayo: uJulius yena ukupe abantu uba bayokunceda uRulumente, wařinda wancedisa ngemali kubancedani.

3. uBushula, wazama uba kubeko iBhunga wabuya emvakoko wasezi bhenweni ematyaleni. uLize wayengumtu welizwi lika Tixo wabamkela abafundisi babelungu waza waka icawe yase Rabe eSidwadweni uMakalima wangena ku Mlungu wavula indlela. uMawosha akuko mtu wazi imisebenzi yake.

14. Izibongo nento eziyicacisa ngabo: Ezika Julius Makalima nazi:- E mbo lekane yingubo yokwa mbhulelwa. Lento icacise uba ngesimo ukalipile ufuze abako wabo. Ubukosi busuka kwakoyise. Izibongo zika Bushula zimcaza ukukalipa, nokunyaniseka nokutembeka. Kutiwa ngu Nabeleziko kwelika Mkete, yimpukane enkonana, yidrwishe enkone uyiyek ebhadi kuba ibazile.

uLize ukubongwa kutiwa:- Ngu Soma qashalala, ugwyelentsengeni uSomanikiniki, yinto emqolo uhlabayo, yibulalefikati le mtaka Makalima wehlike apa emtini. Utu wena xa ugqiba ukuyibulala uye kuyifa ka paya esizibeni. Bekusitshiwo ke xa eggiba ukubulala ingwe abantu besoyika. Ubesiti akuggiba ukuyibulala ingwe ayokungena esizibeni. Lonto ke imcacisa ubukalipa bake obungatetekiyo.

Ke izibongo zika Makalima no Mawosha azaziwa.

4. 15. Iziganeko ezibalulekileyo ngetuba labo: Ngexesha kupete uJulius ibe yimbalela ngo 1936 nango 1945 nokufipala kwelanga. Isicoto esikulu ebisingo 1943. Ku Bushula kubeko ifever ka 1918 umfula wenja, isifo senkomo 1913, inkumbi ngo 1936 nendlala enkulu. Ngetuba lika Lize kwabako uLindipasi ngo 1896, isitshi ngo 1901, inkwenkwe zi uzatshoba 1910. Ngo Makalima no Mawosha azazi nto.

16. uJulius, no Bushula no Lize uMakalima kwano Mawosha babezi pete.

17. Ububanzi bomhlaba kaJulius:- Ngama 3975 morgen. Imida yomhlaba kaJulius yile:- Ngumhlaba ka Bhekameva, opete eMhlabati kwisutile saku Tsolo. Oka Ngaveli opete eLotava kwisitili saku Qumbu. Oka Dumile, opete e Ngcolora kwisitili sase Libode, Oka Gangata, opete eZandukwane kwisitili sakwa se Libode. Oka Enoch Mcasa opete eGungululu kwisitili saku Tsolo. Noka Mateyise opete e Nqadu kwisi tili saku Tsolo. Umhlaba ka Julius upakati wezilali zikeliweyo.

Ububanzibonihlaba ka Bushula bufana nale ka Julius kuba wayepete pambi koba anikele unyana wake, Imida yomhlaba ka Lize inje ngale

5/ingentla.....

ingentla kuba wayepete pambi konyana wake uBushula. Ububanzi bomhlala  
5. ka Makalima no Mawosha asibazi.

Ezinye intlanga ezazipetwe ngu Julius, Bushula no Lize ngapandle kwa Mamfengu ibinga Batembu, Amampondomise, Amampondo, Amaxosa, Nabbala (Coloureds) uMakalima no Mawosha bona babepete abambc bodwa kungeko hlanga lumbi.

18. Amandla okupata isizwe:- uBushula ute ngonyaka we 1913 watumela abantu uba bayo kulwa bancedise abelungu kwi mfazwe eyayise Pesika. Ute ngo 1914 kwimfazwe yama Jamani wabuye watumela amadoda ukuya kuncedisa abelungu. uBushula wayetotyelwe etandwa ngabantu bake. Wake wayi Sayini yamapolisa wenza umsebenzi omhle kakulu kulo nkondo. Unyana wake, uJulius lo, uyinkosi ngoku, wamkupa uba ayo kulwa ancede uRulumente kunye neqela lamadoda wamtobela, wati akuba ebuyile emfazweni umfana wake lowo uRulumente wambalela uBushula ngompu ngemxa yoku zibalula kwi South African Native Contingent. uJulius yena ute ngonyaka ka 1937 wakupa iqela lamadoda uba ayokunceda uRulumente. Upinde kwakona wancedisa ngokuti akupe imali yokunceda kubancedani. uLize uyise ka Bushula wapuma kunye nempi yake ukuya kwimfazwe yama Bhulu ngo 1900 encedisa umlungu. Watumela unyana wake uBushula ukuba abe lipolisa waye yiSajini yamapolisa. uMakalima yena wavelisa izikolo kweliya lase Ngquushwa wavumelana na Befundisi abamhlope abango Read  
6. no Elefu ukuba kwakiwe izikolo kulumhlabo. uMawosha ke yena asazinto ngaye kuba wayepete eZweni.

19. Abafazi bezi Nkosisi:- Oka Julius unafazi wokuqala igama lakowabo yayi ngu Minise, ezalwa ngu Petros Poswa uyise, elomzi igama lake yayingu oHakisi, ✕ isiduko ingu Mandlovu. Inkomo zekazi zapuma ku Bushula uyise ka Julius. Umfazi olandela owokuqala igama lako wabo ngu Ntombentle ozalwa ngu Robert Honono uyise elomzi igama lake ngu Nomantyi, isiduko ngu Magadluma, inkomo zekazi zapuma eBandleni lase Sidwadweni.

Oka Bushula umfazi omkulu igama lako wabo yayi ngu Yalezwa, ezalwa ngu Klasi ✕ uyise, igama lomzi wake ingu Nofanti, ingu Sonani isiduko sake, inkomo zekazi lake zapuma ku Lize uyise ka Bushula.

Umfazi olandela omkulu yayi ngu Nozinduku igama lako wabo, ezalwa ngu Daniel Madabane uyise, igama lomzi wake ingu Nowanti, isiduko sake ingu Mamtolo, inkomo zekazi lake zapuma eBandleni lase Sidwadweni

/0 wesita.....

Owesitatu umfazi ka Bushula yayingu Gretta igama lako wabo, ezalwa ngu Rumtwana uyise, igama lomzi wake ingu Nogeni, isiduko sake ingu Makuboni, inkomo zekazi zarolwa ngu Bushula ngokwake.

Owesine umfazi ka Bushula ngu Legina igama lako wabo, uyise ngu Feleza, uno Ofisi igama Conizi wake, uMadlambulo isiduko sake, ikazi elalobola yena lapuma ku Bushula ngokwake.

7. Abafazi baka Lize:- Omkulu ngu Nomayeza uyise ngu Nxongoshiyane, igama lake lomzi ngu Nolayi, isiduko ngu Mankomo. Walotyolelwa ngenkomo zika Sikunyana umkuluwa wake wancedisa ngamadoda atile.

Cwesibini umfazi ka Lize ngu Buzeka, ozalwa ngu Mgalo uyise, igama lomzi ngu Nosanti, uMadlamini isiduko, walotyolwa ngu Lize.

Abafazi baka Makalima:- Osimaziyo mnye abanye asibazi, lowo ke simaziyo yayi ngu Nyamazana ezalwa ngu Nqotula uyise, igama lomzi ingu Nonanti, isiduko ingu Mantlangwini, ikazi lapuma ku Mawosha uyise ka Makalima.

Abafazi baka Mawosha:- Asibazi abafazi bake.

20. Abantwana:- Abaka Julius abantwana ngaba:- Ngu Silumko, Nombulelo, Nontutuzelo no Ntombizanele owokugqibela. Unyana mnye ngu Silumko unina Magadluma uMandlovu yena akanamtana.

Abaka Bushula abantwana:- Ngu Julius, Billius, Julia, Janet no Florence. Amadoda (onyana) ngu Julius no Billius. Unina wabo ngu Mamtolo. uMamtolo ngumfazi wesibini owokuqala umfazi akazange azale. Nowesitatu uMakubone zange azale. Owesine umfazi uMadlambulo uzele onyana ababini uMndlakude no Tshangana.

8. Abaka Lize:- Ngu Bushula unyana, uMata no Beta (amawele) bazalwa ngu Mankomo. umfazi wesibini ka Lize uMamqale uzele uCubuka intombi yodwa. Abantwana baka Makalima:- Ngu Lize, uDingana abazalwa ngu Mantlangwini. Aba

Abaka Mawosha abantwana:- Ngu Makalima no Mconi udade wabo no Bunxash bazwalwa ngu Nohani unina.

21. Apo ezinkosi zafela kona:-

1. uJulius ukona upele apa eSidwadweni
2. uBushula ufele apa eSidwadweni, Tsolo.
3. uLize ufele apa eSidwadweni naye
4. uMakalima wafela eTsitsikamakwesikakama
5. uMawosha yena ufele elizweni.

22. Incwaba lika Bushula liyaziwa. Incwaba lika Lize liyaziwa. Incwaba lika Makalima asilazi kuba ufele kwa Ngqika. Incwaba lika Mawosha asazinto ngalo.
23. Incwaba lake liyahanjelwa na? Incwaba lika Bushula liyahanjelwa ligciniwe, lalusiwé ngabantu bake. Incwaba lika Lize nalo lalusiwé lihanjelwa kanjalo. Incwaba lika Makalima asazi nto ngalo kuba wafela kwa Ngqika. Elika Mawosha incwaba akuko mntu waze nto ngalo.
24. Umtombo wohlanga:- Iziduko: AmaZizi abatembu (base Qudini) aMagcaga, aMakomanzi, aMaradebe, aMakuboni, aNantambo, aMakuze, amaDeyi amaTolo, amaDuma, maVenwe, amajwara, oSonani, amaMiya, Onjinjela, 9. Amatenza, Amakeswa, amaNguni inkosizabo.
25. Isitakazelo:- AmaZizi: Akwa Jama, ka Sijadu.  
Abatembu: Abakwa Qudení, kwa Mvelase eMpafane elutukela. Amagcaga: Amandongana, o-Lubelu, Omtandukuhamba njengelanga. Amakomanzi: Abaka-sunduzukusuka, bakwa Mlunjwa, Amaqinebe. Amaradebe: Akwa Mtimpikulu kwa Mlotywa. Amakuboni: O-Langa, Amabhele, o-Sonani. Amantambo: amatiyane akwa Mdlelanga. Amakaze: Akwa Sibakulu, kwa Ndlovu zidle-kaya kukuswelu malusi. Amadeyi: Amashwawu, kwa Danisa kwa Hlebo. AmaTolo: Ngo vumba lempongo liyanuka, o-Dlangamande, o-Masali. Amyemve: Ngo Gasela ka Mntungwa, osidudu sadika abayeni, ujiyeza ka Nomatotola. oMaduna: Ngonokala, kwa Jiyana. Amajwara: ukatiti, ufele lenja, uMayara. Amamiya: Izijekula ezala ukulandela. Amanjiye-la: Abakwa Dlabazana, amazotsho. Amatenza: Akwa Tshezi, kwa Fakade. Amakeswa: Akwa Nozulu. Abenguni Inkosi: Ngc Mpafane, Tukela, Mabizela abakwa Nongayi, abantu abeza bebucocobela njengokwindla, abahlamba ngobulembu, obutelezi.
26. Ababantu bonke beza Nenkosi akuko bangenelelayo.
27. Imbali yamaZizi: Amazizi ayemi eSandlulube, yintaba ke leyo ekwa Zulu. Ubuzizibuve, le ngalendlela)- umzizana ngumntu ozala AmaDlamini na MaTele, umzizana no Mtolwana yayingamaweles. UmTolwana ubuye 10. wabizwa ngokuba ungu Dlangamandla kuba akalicelanga ilanga, licilwe ungu Mzizana, waza uDlangamandla walwa ngamandla ufunu ukupata kuba uyise usake wamqata efana kupate umzizana owayesisinci.
- Intlanga ezininzi zipuma ku Mazizi ngokuba kufunwa ukuba kuzokwen diselwana kwapakati kwazo apa. Ezoke nga Mamiya, Amandlangisa, Ama-shweme, AmaTenza, AmaGoqolo, Amambanjwa, Amasango.

/Amakuze.....

Amakuze: Apuma ku Zululisile, kuze kuveleke üSibakulu ku Zululisile, kuvele ke Amazibula,

Amantlwane: Kuze kuvele ke uDweba wase Sandlulube. uDweba uzala u-Solanga, ku Solanga kuvela ke Amajama. Ku Majama kuvele uFakade, zonke ke ezizizwe zinje nga Mamiya, Amambanjwa, Nomasange zipuma zisazeke ku Solanga apa na Mashweme la alapo nawo.

Amantambo: ayesé Mdéni Ngaselutukela, intloko yawo yayi ngu Mbandeni ozele uKhwakhwa ozele uJiyana ozala uNtambo lo, uNtambo uzala uNovetshe czels uNongcula. ozele uBoyi inkulu ke leyo. Ulandelwa ngu Dyamolandelwa ngu Mguttyana.

AmaNguni namaQudeni (Abatembu): AmaNguni apuma ezwени. uMpafane wazala uNgubinolaka, ozele uMcumane, ozele uButelezi, ozele uMawosha, ozele uTukela, ozele uTshangana, ozele uMakalima, ozele uLize waza uLize wazala uBushula, uBushula wazala uJulius lo upeteyo ngoku.

Amakeswa: uKeswa upuma ngu Nguni ngokuvimba wakelu a indlu ezantsi kwesibaya kwatiwa ke banga Makeswa ase Mpafane.

11. Abatembu bakwa Qudeni bapuma kwa lapa ku Nguni eķwevana isitembu saba-fazi, yaba nga Batembu base Mpafane, eLutukela.

AmaBele (O-Sonani): Apuma ku Langa ozala uNdabezita, ozele uMafu ozala uQuanta, ozala uMabandla ozala uMbovane. Amakuboni, AmaDlambulo, o-Sonani noZondi onke apuma apa ka Bele. Bavela eZweni eLutukela AmaCanzibe nawo apuma kwa kuBele.

AmaDeyi: Apuma eMzimkulu, ngamaZotsho, eligama loba Zotsho livela kuba ababantu bazotsha inwele. Inkosi yama Zotsho ngu Mabulēni ongo-wa kwa Deyi. KuDeyi kupume izizwana ezingama Ndlela nama Dlelanga nama Hlabe, abeshwawu.

Amajwara: Ngama Bele banamandla emaBeleni. Ngabebeki benkosi zama Bele.

AmaRadebe:- Nga Mahlubi, uRadebe uzala uMtimkulu ozele uNgobizembe. Omvemve na Mabongwe nama Tshabangu apama ku Ngobizembe nezinye izizwana ezininzi.

28. Izibongo zama Zizi:- Ngu Ndandaza, ngu Nomane, ngu Lunika, ngu Sijadu noSolanga.

29. Kumnombo Ngamye:- Kumnombo ngamnye kuhlala kuhlale kubeko mntu okwaziyo ukwenza ibhekile nokuqingqa umti nje ngemqawe zomnyamanzi, ukwenza itunga ngomhlangoti. Amayeza ke nawo ayaziwa, umhlonyane,

/iqwili.....

s774.

11/40

qwili isibara sokunyanga amahlaba nesifuba, Umkhuhlu wokurudisa, indawule iyaziwa zezintlanga zixeliweyo. Iggira lənkcsı liko nalo lokuhle mba inkosi. (Abenzi bemvula ngabatwa, noko bakwela Mampondomise).

30. Abona bantu bakulu:- Abona bantu bakulu kuhlanga olu ngaba zizibonda, oko kukuti induna zenkosi. Nanga amagama ezibonda zenkosi:-

1. Fitshane Nenemba upatele inkosi kwi Ndlovu.
2. Falitenjwa Jongilanga upete Umkulu
3. Zwelinzima Sibuta upete eFrance (ilali).
4. Kolisi Makalima kubambe uDyubele Mpapama obambele umziiku-lwana ka Kolisi ogama lingu Mfsati Makalima ku Cingco.
5. Lutli Ngambu upete eSizindeni.
6. Yawati Mayebula obambele uTukela Makalima Emdeni.
7. Kamisile Monti opete kwa Siyeleyele.

Abancinci ke abantu ko luhlanga ngaba bangaxelwanga, oko kukuti ngaba petweyo zezibonda zibapeteyo zibapatele inkosi kwimimango nemimango.

31. Olona hlanga lupezulu:- Kwezintlanga sezixeliwe olona hlanga lupezulu ngaba Tembu base Qudeni kurye Nama Keswa.
32. Olona hlanga lupantsi:- Ngamazangwe.
33. Abona bantu fafika mva:- Nga Magcaga.

## 2. Ilizwe.

1. Intaba aziko kwelilizwe ngapandle kwaleya kutiwa ngu Cingeo xa ujenge eMpumalanga ngu Julius ngasekunene, ngasekohlo ngu Bekameva. Indule: Yi Mvumelwano epambi kuka Cingco kwelicala lise Mpumalanga. Lenduli, zekutiwe nje kuse Mvamelwano, kwaMangalelara uBushula no Mcakumbana. Kute kwaku fika imantyi wawamisa amatye. uMantyi uwamisile amatye awakwa Bushula nawakwa Mcwakurbana waki ibakani ezizingga zobantu ababini elika Bushula nesika Mcakumbana. Wati ke kumacala omabini makatiye igama lenduli. Kutiwe ke ngalama bandla mabini kuse "Mvumelwano" kuba kwakuvu nyelwene ngalomabandla mabini.

Induli elandelayo ngu Bokwana epambi kweMvumelwano kucala lase Mpumcalanga Enye Induli ngu Mahoyana engapambili ko Bowana kwase Mpumalanga. Enye kukwe Sezulu, enye yi Gungululu ne Nqadu.

Imifula:- Yi-Gwali, uNomtambo, iTshisane yi-Ncolora nentlanjana yaku Qudalele, kuse Mcambalaleni emtonjeni we Ncolora, nemifulena ekutiwa yi-Nvubukazi no Madakana. Omnye umtonjana kutiwa Satomu, omnye

/usesiqingqini.....

usesigingqini ekoneni yentsimi ye Nkosi nase Fyolweni kwidlelo elise Joziweni. Omnye ungase sibolweni ngaku Taki Makalima.

Amahlati:- Akeke amahlati kwelilizwe ngapandle kwelityolo labanga uba lendawo kutiwe kuse Sidwadweni. Ilali ezimelene nale yekamasa eMhlakulo, eka Mateyise eNqadu, eka Sifekexe ku Gcisa, eka Cameron e Mjika, eka Willie Michlo e Mbokotwana, eka Bhekameva exokonxa neka Ncayana Ntuli E-Tyen.

2. Iziuto ezibalulekileyo ezenzekayo:- E-Gwali naku mlanjana ekutiwa Ngu Nomtambo kulapo intloko zamadoda zikona. Zabalapo kwimfezwe ka Mhlontlo. Nemfazwana eziziqbulo zaMampondo. Ukupuma apa ku Nomtambo zihambe zaya kuma ku Nonzaba apo kwakusiliwa njalo ke. Ukupuma ku Bokwana zaya kuvela eGwali zada zaya kuma ku Cingco. Ezondawo ke Ama-Cingco namazantsi eNgcolora zazinge muve mtu, zozi ngamatanga nje.

14. Mnta ukuze zimiwe kwehla ulize eQhanqaru wemakwelilizwe. Pambi koko yayi nga Matanga ka Bokileni inkosi, ya Mampondo.

3. Umtu owayemile: Akuko mtu wayemile kwezindawo zixeliweyo.

4. Inqadu lihleti elikulu elinembabala, kulo ke kuyalindwa akuzinge-lwa mntu ngapandle kwemvume nckucela. Nalapo umtu kufuneka edubule inkunzi yembabala kupela imazi azidutyulwa. Kweli letu sku ndawo zina-zihlonipo njengemilambo esiyivayo kwamange amazwe.

5. Izibongo: Akuko nteto nazibongo ngemilambo namahlati elizwe.

6. Imizobo (paintings): izinto ezinjalo aziko kweliletu.

7. Amagama ezindawo: UCingco ukwabizwa ngoba yintaba ye Mvumelwano. Hanti umtombo ekutiwa yi Santomu ukwaluzwa ngokuba li Tshisane. Omnye umtombo kutiwa ngu Rwabharwabha kwa e Tshisane. Omnye kutiwa kuseli-tyeni kwase Tshisane apo. Kumfula we Ncolora kuko indawo ekutiwa kuse Siwaneni nokutiwa ngu Noketile.

Lendawo yatiywa ngomfo owayelima apo enesifombo kunye nomkake, oka Ndonyela kwa Kambula. Kwase Ngcolora kuko iliwa ekutiwa lelenyosi kuhlanjwa kwelo zibuko impahla yabantu. Ezonyosi ziyanqaba kude kwe-nziwe imute zokumtoba ngamatyatanga umtu kodwa kunqabe ukupeskule ka kwazo.

8. Incazo ngemilambo:- uNomtambo ungena eTshisane uhle ke ngoku sowu-liTshisanc lonke ungena eNgcolora, Ingcolora ihla iyo ungena eTsitsa elingena Emzimvubu oya elwandle umfulana ekutiwa ngu Mangece ungena


15. kwalapa e Ncolora.

/9 Apa.....

9. Apa eSidwadweni isibonda ngu Julius Makalima, unyana ka Bushula uCingco ukulomhlaba ka Julius, lomlanjana ekutiwa li Gwali, no Nomtambó, no Tshisane, ne Ngcolora no Mangece. uJulius uhlala apa eSidwadweni. uJulius urawulwe ngu Gangata unyana ka Bokileni inkosi yase Mampondweni.

3 Ilali, Indlu.

1. Umziomkulu: Umzi omkulu omdala apa ngulo ka Bushula.
2. Apo ukona: Lomzi ka Bushula use Sidwadweni kwesitili sako Tsolo.
3. Umnini wawo: Ngu Julius Makalima
- 4.



5. 6. Abaki bendonga:- 1. Udonga lakiwa ngu Mbozwana Finini upahla laxonywa, latungwa ngu Foyi Makalima. 2. Yakiwe ngu Mucameni Magenu yonke. 3. Yakiwe ngu Gavin Dinga yonke. 4. Yakiwe ngu Gavin Dinga yonke. 5.. Isiseko sakiwa ngu Gavin Dinga, yagqityelwa ngu Mdonono Lizo. 6. Yakiwe ngu Bawana Honono isiseko nodonga yaza yagqityelwa ngu Ngalipi Gemane upahla noku yitunga. 7. Ingcingo ezi zibiyele lomzi zenziwe ngu Julius. 8. Amasango nawe enziwa ngu Julius. 9. Intlanti ezimbini esenkomu nesegusha, zakiwa ngu Bushula. 10. Intsimi nayo yabiyywa ngu Bushula.

/7 Abaninizindlu.....

7. Abaninizindlu:- 1. Eyokuqala ihlala induna kazi ka Ma-Gadluma inkosikazi. Lendunakazi, inonyana bane, yiyo eyesihlanu. 2. Elandela leyo yeyentombazana, uNombulelo inkosazana. 3. Eyesitatu yi private office yenkosi uJulius. (yindlu yemicimbi). 4. Le yesine yindlu yenkusi yokulala. 5. Le yesihlanu yikoyi yenkosi (indlu yokuvunela) 6. Le yesitandatu yindlu yokupekela (kitchen).
8. Umtu owaqala ukwaka:- Lomzi ukuqalwa qha wakiwa ngu Lize.
9. Indawo awayehlala kuyo. kuwala:- uLize lowo pambi kokuba eme apa wayemi eQhanqaru (Maclear).
10. Umtu owonyula isiza:- Isiza esi sonyulwe ngamadoda awayevela nawo eQhanqaru uLize. Lomadoda yayi ngu:- Nkumanda, Mbongwe, Ndinisa
17. Sizani, Ptalyi, no Fani, kwanamanye ke amadoda rwayesiza nawo uLize.
11. Isizatu sokonyulwa kwalendawo:- Lendawo ya bonwa uba yofanela ikomkulu, kuba yomile ayinamtombo. Ku aketwa umzi ophahlwe yimifula. Upantsi kwe nduli, tijonge eMpumalanga. Awuko hlatini, nakufupi namatyolo. Into eyayiko yimingga egadini yaza yawiswa pantsi kuba londawo ilinywe. Umzi lo ukumhlabo ocumayo kakulu ongena matye. Usempenempengeni nje umzilo akuko hlati likufupi. Ukufupi namanzi, ukufupi namasimi. Inxowa eli linenipilo kakulu. Impahla iyanda ezinje nge nkomo, igusha nebhokwe.
12. Isanuse:- Isanuse asibizwanga kungekakiwa, sibizwe kwakugqitywa ukwakiwa. Igama lesanuse senkosi ngu Hoyiyana Ngudle.
13. Into mwayenzayo:- Into awayenzayo uHoyiyana wafaka izikonkwane, wajikeleza umzi ne-ntlanti ukuze ube nesitunzi.
14. Into eyaxelwayo:- Kuxelwe igusha into ke leyo yokubetelela umzi, ukubingeleta yaba ijigusha emnyama. Igusha le inqunyulwe nje, ayixeba nga inkomo yedini. Inqunyulwe ngu Hoyiyana ngokwake. Akuko mtu wabanalizwi ngapandle ko Hoyiyana umnini ndaba, isanuse. Isanuse esi, sati lomzi wakwa Nguni uze ube neCamagu ungabi namashwa. Usakuba ugqityiwe umzi lo ukwakiwa, kubizwe iBandla (amapakati) kwaxhelwa inkabi yenkomu, yadliwa libandla elo. Ixhelelwa ukunqula izinyanya zalomzi wakwa Nguni. Ke yena uHoyiyana unikwe inkomo ukubhatalwa ngo-kubetelela oku.
15. Into ekwaqalwa yayo:- Kwaqala kwakiwa izindlu.
18. 16. Uhlobo ezakiwa ngalo:- Ukwakiwa kwezindlu kwaqala kwakiwa izindlu zenza isanqha sangonga isibaya.

/17. Umaki.....

17. Umaki:- Izindlu zakiwe ngabaki, bencediswa ngaba melwana, kwane-zizalwana zenkosí.
18. Indlu enkulu:- Indlu enkulu apa yeomnye wa mapakati ongú Solomon Nongcula. Indlu le wazakela uSolomon udonga, yatungwa ngumfo olimpondó ongu Mtsheki.
19. Into eyenziwa ongumtu ngamye:- Udonga lakiwa ngu Solomon ngoku ake yazake yatungwa ngu Mtsheki.
20. Izinto ezasetyenziswayo:- Udonga lakiwa ngezitena ezinga tshiswanga, incha yopahla ngumngcele yaza yatungwa ngentabo yorashu. Imiti ye pali, yi payinti (pine tree) upahla lubetelelwe ngezi konkwane.
21. Ixesha lokuyaka:- Lendlu yagqiba inyanga ezimbini ukwakiwa kwayo
22. Indawo-ndawo zalandlu:- Indawo-ndawo zalandlu zezi, ncango, umgubasi, idywabasi, upahla, ufulelo, izikonkwane, umgangato, iziko, ibala (pambi kwendlu nasemva kwendlu) icala lasekunene nelasekohlo, itala, igolongxa, amayeza okubetelela, izikonkwane, umti ongumdlebe odityaniswa nesikumba sentlwati nesenja yolwandle njalo njalo ke.
23. Umsebenzi wezinto nganye:- Ucango lusebenza ukuvala indlu, umgubasi ubamba ucango, idywabasi yenza upahla, upahla lukusela imvula nengqe, ufulelo lukusela amnini ndlu emvulení naselangeni, izikonkwane zisebenza ukugcina utulo, umgangato kuhlaliwa kuwo, kuyabaswa eziko. Ibala pambi kwendlu leneka imbotyi namazimba njalonjalo. Icalalasekunene lendlu lelamadoda, icala lase kohlo emva kocango lilabafazi Ithala leloku xoma impahla, kanti inkuku ingakela egolonxeni izalele kanti nempahla iyaxonywa. Amayeza ngawokukusela indlu kanti ke naxa kute kwafika ukufa nokuba ngumtana ugule ngequbulo ahlala eko amayeza ukwenza uncedo lokuqala (First aid).
19. 24. Izinto ezingeko sikweni:- Ukungambeki uyihlo nonyoko, ukubabeta nokungatobelí imiteto yabo kudala amashwa. Xa umzali ade wati, "Aku-soze ubé nto," zeke selekuqalekisile uzakuba namashwa. Amashwa ayada lwa nakukungambeki umtu ufanela kukumbeka. Umtana opendùlayo kumtu ongumzali nomdala kunaye, noti xa etunywa ahambe embombozela kutiwa akanasimilo. Umtana ongxolayo, nohlekayo, oculayo, nodlalayo pakati kwabantu abakulu kutiwa akanambeko. Nabafazi akufunekí bathethe pakati kwamadoda, benze ukungxola nokuwasazela amadoda ehleli exoxa. Izinto ekutiwa azenziwa:- Akubhalwa pantsi ngomsizi okanye ilahle, kutiwa ubanga ilishwa. Intaka ezitile kutiwa azityiwa okanye ezibulawa

/nje ngomcelu.....

nje ngomcelu usikwalumanzi njalo. Ukutabata into engeyoyako, uzenzela amashwa. Izintso azidliwa ngabafana kuba kutiwa boba nempandla.

Imihlola:- Inja xa ite yangena endlini kuhleliwe yafika yatshitshiliza paya entla iyahlola, mhlawumbi ixela into embi. Xa inkomo ibuye endle yangena ebuhlanti emini izeke ihlola. Xa lentaka iyi ngqanga zeke ite yeza pakati komzi ikala zeke ixela into embi ezakuhla Notekwane uti akuza ekaya kulindelwe ilishwa.

20. Imbeko:- Umtana obekileyo ebazalini bake, no Tobekileyo, nongapenduliyo xa engxoliswa kutiwa unembeko. Umtshakazi onembeko ugcina amasiko entlonipo, kanye acweze kwindawo ekufuneka ecweze kuzo 25. Indlu yokupekela:- (a) Indlu yokupekela (b) ucingo, (c) ubuhlanti benkomo, (d) isibaya sebokwe, (e) isibaya samatole (f) inyangyo yokugalela umbona, (g) ingobozi, (h) isilulu. Indlu yokupekela yakiwe ngumniniyo uSolomon Nongcula yonke.

Ucingo, nentlanti zonke zakiwa nguye ngokwake. Izisele zenziwa ngumninizo nabamelwana. Ingobozi zenziwa ngabafazi.

Izilulu aziko kulomhlabo, zisetyenziswa eLusutu. USolomon wayenza yedwa yonke lendlu yake iyeyokupekela. Indlu li yensiwe ngesoyi zomhlabo. Ipali ezenze upahla zezedywabasini (wattle) nelantyi ikwa yidywabasini. Itungwe ngenca yomngcele. Intambo ekutungwe ngayo yeyorashu. Ucingo elubiye lomzi lenziwe ngezibonda zomti wodwa. Yidywabasini ubuhlanti benkomo, nesibaya samatole negusha zonke zenziwe ngamahlahla edywabasi. Inyangyo yokugalela umbona yenziwe ngamadoda ngesoyi. Ingobozi yenziwa ngemizi. Ituba loku aka:- (1) Indlu yokupekela yakiwa yaggitywa ngiveki ezintatu. (2) Ucingo lakiwe ngeveki ezimmbini. (3) Ubuhlanti benkomo benziwa bagqitywa ngetuba leveki kuba kusimbewa amahlahla. (4) Isibaya sebhokwe senziwa ngentsuku ezine, amatole ahlala kwakwesosibaya. (5) Inyangyo yokugalela umboni yaggitywa ngesituba senyanga, kuba ezakela yedwa.

21. (6) Ingobozi itata ituba elingangecawe enye. Umnyango, umgubasi, idywabasi, upahla, ufulelo, izikonkwane, umgangato, iziko, ibala, icala lasekunene, icala lase kohlo, itala, igolonxa, amayeza. Umsebenzi wocango:- Yinto yokuvala kungangeni ngqeles, nemvula, nemimoya. Umgubasi:- Umgubasi yinto ebamba ucango uba lungaruqi pantsi, uncedisana nokuvala. Idywabasi ezipali:- Yinto yokwenza upahla, inca ingeyleli igcine indlu ikangeleke kakuhle.

/Upahla.....

Upahla:- Lunceda abantu ngokuti lungande imvula ukuze abantu bangafi yingqele.

Ufulelo:- Luncedisana nopahla, kungangeni mvula, kusiti.

Izikonkwane:- Zibetelela ilantyi uba zidibane nepali. Umgangato Wenza ntle indlu, ingabi nazigingqi. Iziko:- Le, yindawo yokubaswa, kotiwe, kupekwe kwakuyo. Ibala:- Sisihombiso somzi. Amacala endlu:- Elasekunene icala lihlala amadoda, kanti elasekohlo lihlala abafazi. Itala:- yindawo yokuxoma izinto, izitya nempahla elolohlobo. Igoloxxa:- Ikwayinto eyakiwa entla apa endlwini. Nayo ke ihlala izitya kwanamayeza. Kanti nenkuu ziyatanda ukuzalela kulo. Liyatatyekwa kakuhle ngabafazi libe lihle, ligude.

Amayeza akahlali endlini yokupekela, ehlala endlini ehlala abantu

26. Izihombiso:- Ucingo alunantso yazihiombiso. Izindlu zake azihonjiswanga, amasango, ucango, ipali zocingo, imigangato yizindlu zonke, ezonto azihonjiswanga. Iminqwazi yezindlu kubekwe udaka, kufakwe amatye aqekeziweyo. Lonto ke ikangeleka kakuhle.

22. 27. Indlela-ndlela zokwaka:- (Styles of building) Umzi wenkosi uyehluka kweyabantu nje ngokwakiwa kwezindlu. Umtu nje ngeyiyo nkosi uzenza zingafani izidlu zake ukuba uyatanda. Ilali azakiwa nje ngelokishi. Umtu uske eme kulondawo inkosi iphe kuyo inxowa lake. Izindlu zijongiswa nokuba kukwelipina icala ngokutanda komninizzi. Into ebangela uba umzi wenkosi wahluke ko womtu omnyama kwa ukudalwa abazange balingane. Lo uyinkosi uhleli ecina, ngoko ke nemizi ayifani. Ubuhlanti benkomo buba pambi kwezindlu bujongane nezindlu ezi. Isizatu salento sesokuba ma uti ra ufikelwe lutshaba ebuhlanti uhle ulwe okanye ulubone ngamehlo. Izisele:- ziba pakati ebuhlanti. Zenzelwe ukuba izisele zigangatwe ngamanqina enkomo.

28. Umtu ofuna uba ngummi elalini:- Ukuba umtu uyangena elalini eruna ukuba ngum-mi wayo, afikela kumtu ongumzalwana wake ake ahiale naye. Ke umhlobo lowo afikeli kuye umsa enduneni yenkoski, ize induna imse enkosini iyokumcelela umhlabo, ecaza uba ufunya uba ngum-mi. Uku- ba ngumhambi uyedlula ucela indawo yokulala xa ngaba uhlwelwe. Uyakahlala kumninizzi azitobe aze alale ati kwakusa ahambé. Lomtu ufikeyo ecila indawo uba ugxitwe lomtu unetyala ngokugxota umhambi ngokmteto wesintu. Xa umtu emka elalini uya enkosini axeles uba uyahamba ize ke imenzele incwadi yemvume ayise e ofisini. Kanti ke nalapo uya

23. enduneni yenkosi ibe yiyo emsa enkosini ngalomcimbi wake. Xa umtu engena endlini, uyangena ati selepakati abulise ati, "Molweni" ukuba yindoda uya kwicala lamadoda ahlale kulo ukuba yinkazana aye kwicala labafazi ahlale kulo.

Xa umtu emka endlini uye abulise ati, "Salani ngoxolo." Uba umtu ufunu ukungena esibayeni komnye umzi, uya emadoden'i okanye kumnimzi aye naye ebuhlanti. Akangeni yena ebuhlanti umtu wasemzini usike akutshelwe lonto iyeyake, ahambe nayo ukuba iko. Umtu elalini apa kutiwa unesimilo xa inteto yake intle engarwelani namtu. Kukuyoyika into embi mokungaze avakale ukuba wenze bubi elalani apa noba bululupina uhlobo. Ukuba umtu unesimilo ufika endlwini kungmolwa, kusiliwa ubonwa ngokuti axolise azame ukuyitotisa ingxabano leyo. Umtu onjalo uyoyikwa, uti efika akuba eqondwa ukuba nguye kutiwe, "hayi makuyekwe lento, ubani asimtu uyitandayo into embi." Nabantu ke basuke bamto-bele kuba bayamazi.

29. Into entle ekufunka uyenzile:- Into entle ekufuneka uyenzile elalini kukuba abantu ubafundise ubulungisa ngo Tixo, bayeke izinto ezimbi. Kufuneka ubafundise ngomteto. Enye into ekufuneka uyenze kukusebenza ulime amasimi kona ukuze ungalambi ube izinto zabanye abantu. Izinto ekungafuneki uba uzenze kukuba, oko kukuti ungatati into yome umtu ngamandla. Uyiwalasele imiteto elishumi. Umtu ohlonela inkosi yake kutiwa unesimilo umtu owapula imiteto le ixelwayo kuye kutiwe akanasimilo, uligeza, indladiya umtu ofumane enze, ofumane atete njalo ke, kutiwa akanasimilo. Umtu acala ingaxabano ngumtu onolwini otetekisa abantu, ongalungciniyo ulwini lwake. Akufika emzini umtu kufuneka eme enkundleni umtu, okanye ahlale kona apo amadoda azeke ekona. Ukuba lufika kunge ke mtu enkudleni uya ngasendlini liyokufuna indawo enabantu. Umtu ngoku umzi ingowake, akayi kwelacala lo molokazana. Nomolokazana akayi kwelikayise icala. Nangapandle komzi umolokazana usoloko ehlipile kwicala likayise. Umtu ongumhambi urike eme nje ibe ngabantu bomzi abamatatisa x indawo. Akayi entla engayalelwanga ngabantu bomzi. Akayi ebuhlanti nasemasimini ngapandle kokuba uya nonninizzi ngemvumi yake. Akayi ekoyini (Store) kuba kuti kanti kuko izintlo eziyimfihlo yomzi. Mayela noku teta akanako ukuteta yonke into afike itetwa eyimicimbi yalomzi, engacelwanga. Ukutshica yinto engenziwayo endlini ngokwesiko, umtu utshayela kwindi

/ebucala.....

ebucala yokubuta amadoda ekungati kutshaywe, kutshicwe kuyo. Ngapandle koko umtu utshayela pandle. Mayela nokucama umtu ongumhambi, ucamelia bucala okanye ngapandle komzi, kuba inkundla le yindawo yomzi okokuti eyoyomninizzi. Indawo yokulala umtu uyayicela ayipiwe. Uyalatiswa kutiwe, "Lala paya", alale kulondawo nokuba kulondlu. Umtu upiwa ukudla kulendlu inabantu aze, aze ayekulala kulondawo alunguselelwe kuyo.

30. Imiteto kumadoda elali, kwazalanayo, nakwizihlobo:- Lemigago

25. iyafana kuwo onke amadoda elali, ayiqmalasela ngokufanayo onke, isiko linye. Kumadoda azalanayo izinto zomteto ziyafana. Nakwizihlobo umteto woku~~zi~~ pata nokwenza izinto ngokubanzi uyafana. Ixegokazi ngumtu oselefana nomtu wasekaya. Akalindelwe ukuba makahlonipe nto. Uyahamba napina emzimi wake ade aye nasebuhlanti sele xolelekile nase-kutshayeni yena udla ngokutshaya napina, nezinto zomzi zibuzwe kuye nje ngomtu onolwazi kakulu.

Ingqondo yake seyifana neyomtwana xa akulileyo ngoko kude ayekwe azenzele ukuqonda kwake.

Umtshakazi osandulukutshata unezinto angazityiyo ade axeletwe ibokwe adliswe amasi.

Lonto ke iyamkulula ukuba awadle amasi omzi wake, kanti ke noko iselwa likayise akasokuze alipate. Usoloko ehlonipile konke egcina icala lake. Isimilo sake sibonakala ngokuti ahlonipe, angawabizi amagama abantu bomzi wake abadala nabangasekoyo. Neziya ezi zomzi wake uyazihlonipa, akazibeti, akazi ngxolisi, uteta kancinci nazo, kuba xa ang~~x~~olayo nazo, esilwa, kutiwa akawuhlonipanga umzi wake. Amehlo ake akapakami ukujonga, ugcinwa lugungxo, iqiya equma amehlo la. Xa ahambayo usoloko enento ayembeteyo, exakatile, akaciili emzini wake. Kanti isalukazi, umfazi omdala, angahamba nokuba uculile. Abantu abali gazi kuti lina bantu bapatwa njengokungati balusapo. Balala kwindlu yendwendwe ete geqe, kanti akukonto bayitengayo ekayapa. Abahlawuliswa nto ngokulala nokudla, kwanye ngokuba nalupina uhlobo lodwendwe lunga hlawuliswa nto, nokukuba uluhlanga lunina oludwendwe.

26. Utshayela pandle okanye kwindlu yendwendwe leyo alele kuyo. Ukuba ngumninawe kulilungelo ukuba angaya napina njengonyana. Izizalwana zegazi ziyashiyana emzini ngokusondela kwazo kubanini mzi, kube njalo ke nokupatwa kwazo umkuluwa uhleli ehlonitshiwe ngumninawe wake, kuba

/unje ngoyise.....

s774

K11/40

unje ngoyise kuye. Ukuba indoda ihamba nomkayo, umfazi uhamba ngase-mva etwele impahla, indoda ikokele ipete induku kupela. Lonto ibangwa kuba indoda Kufuneka isoloko ilungele ukunqanda izinja nokubula-la nenyoka, nazo zonke intshaba enokudibana nazo. Ngapaya koko indoda kufuneka ibe pambili, ingatsibi mkondo womfazi ukuze itambe amadob. Ukuba umtu uhamba namadoda azizizalwane usoloko ehamba pakati epahlwe zizininawe zake zimxakile. Naxa kuzakulalwa kufuneka omkulu elele pakati ephahlwe ngabaninawe ~~u~~ bake. Imvelapi ibuzwa kulo umkulu, umfazi akapenduli nto. Kunjalo nakumtu omkulu ohamba nabanye abangeneno kwake. Abahambi abangabasetyini abadityaniswa namadoda.

Abantwana abazintombi bahlala kwicala lika nina, ngasekohlo, emva ko cango endlini. Abangama kwenkwe bahlala ngasekunene kwicalikayise. Bafundiswa amasiko. Abantwana nabo bayazihlonipa ezizinto:- iselwa, ihashe, isihlalo nazo zonke izinto zikayise. Abahlali kwi situlo sika yise, iselwa likayise ligcinwa ngunina, kanti ke ngo-kwaku dala imvaba ibigcinwa ngunyana nokuba yinduna yalomzi nokuba ~~ngum-~~ninimzi. Abantwana bakelwa indlu yosapo abalala kuyo, okanyebe-  
27. lale kwekaninakulu benzelwe intsomi.

Inkosi, okanye isibonda:- Inkosi ihlala ngasemendlalweni wayo ecaleni layo ukuko ndawo iyihlonipayo emzini wayo. Indawo eyihlonipayo yindlu yomolo kazana kupela. Inkosi ihamba namapakati ayo, indu nazayo. Xa ihambayo ixakwa ngawo, ize iti xa ifike emzini, ixelwe ngenye induna ukuba yimkosi le. Iti ke inikwe indlu igcimva ipekelwe zinduna zayo. Akuyi mtu endlini ene nkosi ilala ~~yodwa~~ ati umtu ofuna ukuqonda into abhekise enduneni, ize yona iyise lonto ~~u~~ enkosini. Inkosi yakufika kupalazwa igazi. Kubayiwa inkabi yenkomu kutwe, "Nantsi inkuku esikuxhwitela yona, urikele endlaleni nkosi kweli kaya lako."

31. Indawo ekubaselwa, nekungabaselwa kuyo:- Umlilo ngokwesiko kufuneka ungaze ubaselwe emnyango nasentla endlini. Emnyango awuna kubaswa kuba kulapo kungenwa kona. Entla kulapo kubekwa impahla, kanti nasecaleni awunakubaswa kuba kulapo kuhlala abantu umlilo ubawska esililini sendlu, oko kukuti, eziko. Pandle kuyabaswa enkundleni kanti kuyabaswa esibayeni xa ku xelwe inkomo kuzakudliwa inyama zama-doda.

32. Indawo elahlwa kuyo inkunkuma:- Inkunkuma kufuneka ilahlwe ngapandle.....

pandle komzi, ingalahiwa pambi komzi kuba yoti ingcolise ibala.

33. Ukusila:- Kusilwa elityeni lokusilela libekwa endlwini yokupekola. Xa kungqushwa kuyangquselwa pandle noba kusendlwini.

34. Indawo eyenzela utywala:- Utywala benzela endlwini engu vimba (ekoyini).

28. 35. Izitiya:- Igadana ezincinci ziko emzini. Zenziwa pambi komzi kufupi. Zisebenza ukulima imiti yezi qamo, namatapile, namakapetshu, neminqate njalo ke.

36. Umzi:- Umzi uyashiywa ngabantu xa ulinxowa elingenampilo, xa kuko itinzi, ukufa. Liyashiywa kwakona xa soloko kudlala izulu, maxa wambi kuyanyangwa kubetelelwwe izikonkwane zamaxwele. Nemihlola iyanyangwa iyelwe ko siyazi baxele unobangela batsutsuzeke banyange. Enye into ebangela uba umtu alishiye inxowa lake kukuba likatazwa ngumtombo ongancedekiyo nokuba sowuzanywa. Kwakona xa inxowa likufupi nehlati elinezigebenga ezinengozi, umtu ebelwa liya shiywa.

37. Ukushiywa kwenxowa:- Lento yokushiywa kwenxowa inqabile kuba akulula ukuzuza elinye xa ulishiyile elako.

38. Umtu xa etshalile:- Xa umtu etshatile uhlala kokwabo. Ngaxa limbi uyise umcelela inxowa elibucala, amcelele enkosini, aze ke unyana azimele apo ke.

39. Abanye abantu:- Bakona abantu abangazang'e bapume baye kuzimela, baka kwasemanxoweni oyise, basabambe isiko lakudala.

40. Into efunekayo emzini:- Emzini wonke, umfazi kufuneka abe nendu eyeyake, xa ezekiwe. Elowo uba nendlu yake.

41. Uhlobo lokuma kwezindlu:- Izindlu zima ngokokushiyana kwafazi abangabanikazi bazo. Indlu yomfazi omkulu ima ikangele enkundleni, oko kukuti ebuhlanti. Eyomfazi wesibini iba ngasekunene kwal'e yomfazi omkulu, kutiwe ngumfezi wasekunene, ongowesibini. Ngaseko-

29. hlo kwendlu yomfazi omkulu kuba zizindlu zomfazi weqadi lendlu enkul'm Ecaleni kwazo ke kuba zizindlu zaba fazi abancinci.

42. Xa umtu efuduka:- Utu umtu xa efuduka enxoweni lake uyazitshise izindlu ukuba ubegxotwa kuku ngcola, okanye zizinto zokungonwabi kulo Xa ngaba umtu ~~u~~ ulishiya nje inxowa, uye azitengise izindlu komnye umtu ozifunayo owati ahiale kuzo ke, acele isiza eso enkosini kuba sesenkosи xa emkile umtu owayesipiwe.

43. Ingcango nencha:- Ingcango, nencha yokutunga nepali zopahla

/ziyatatyaiwa.....

ziyatatyatwa ngumtu ahambe nazo, aye kwaka ngazo kulondawo azakwaka kuyo, ukuba azikaboli ezonto.

44. Inxowa elidala:- Umtu uyaya kulivelela inxowa ayeseyelishiyle, ayokubona amafihlo abantwana bake nokuba zizihlobo zake ezangewatywa apo.

45. Xa umtu emkile enxoweni:- Xa umtu selemkile enxoweni akasenama-lungelo kwelo nxowa emkileyo kulo, kuba umhlaba ngowe nkosi eti ke akumka, isale ilinika mtu wumbi inxowa elo.

46. Isiza esidala:- Asinto ike yenziwe kwaka pezu kwesiza somnye umtu. Maxa wambi ḷuti kanti lowomtu wayenezinto azimbeleyo kwelonxowa lake, ezinje ngamayeza okubetelela. Akuko mtu utandayo ke ukuhlala pezu kwezibonkwane zomnye umtu.

47. Nawupina umtu:- Nawupina umtu angangena ahlale enxoweni xa lishiywe ngumninilo akuko nto iti makalinde nto konke.

48. Izindlu ezindala enxoweni:- Umtu uyangena ahlale kuzo xa etanda.

30. 49. Igadi exoweni elidala:- Umtu akanako ukusuke ayokwaka igadi enxoweni lomnye nokuba sebedibena nomnini walo omkileyo kuba umhlaba ulunge eNkosini kupela, umtu okunokucelwa kuye nayipina into.

50. Umtu omkayo:- Umtu omkayo akashiyi mtu wokulinda isiza sake kuba zeke selengamcwase nto kwelonxowa. Umka nako konke okwake, waye akasalindele nabuti xa selesimka kwelonxowa.

#### 4. Ulimo:

1. Izilimo:- Izilimo ezilinywayo kwesisituba, ngumbona, ngamazimba, licuba, ngumya, nemfe. Ezizinto, zazilinywa kwakudala eZwēni. Kuvele kutsha nje, imbotyi, intiumayo, amatapile, ierityisi, amatanga, amaselwa nozi khaphetshu neminye imifuno, (vegetables) iminqate, itshwele, njalo njalo.

2. Apo zifunyanwa kona:- Umbona, amazimba, nemfe zavela nati, pofu owona mbona yayingo wetu ngulo kutiwa ngungoyi (obomvu) Ijamani (German yellow) livela mva kule minyaka yangoku, kunyene Teko (Yeko Yellow) umya wona wawuko kwamandulo kuba umkosi ubuti xa uzakupuma ube utshaya umya. Icuba lelabalumzana abahleli pantsi abapeti iqaga lamanyama. Amanyama ke bekutatwa isikumba senkomo kususwe lendawo ipakati iyinyama, ize ikandwe yenziwe imbumba. Lembumba ke iyarolongwa yenziwe into ḥfana neselwa, kuze kufakwe kuyo igwada eli. Icuba lesixosa liyalinywa, luzintlobo ezimbini, olude, nolufutshane. Oloŋa

/hlobob.....

s774

11 / 40

hlobo lutandwayo lolu lude, olu lufutshane (uqolwana) alukuli ke lona lelaMahlubi alutandwa nga Bambo. Elesilungu ozi Kat River, Piet

31. Retief zeza no Sir Walter Raleigh kweli lizwe. Engekabiko amazimba nombona kwakudliwa ingcolo, nentunge, amasi, nenyama yenkomu. Imbotyi namatapile nazo zonke ~~ezizilimo~~ zifutshane, zifike kutsha zivela ku Mahonjana azi tengisela abantu, aba mnyama.

3. Umbona:- Kuko mbona opuma apa kulo mbona ubomva kutiwa ngungoyi. Lombona kutiwa "Ngugazimtyeketye ukudla kwabantwana." Umbona kutiwa ngu nyana ka Ludiza njengokuba utywala kusitiwa, "NguJimayima intombi ka Ludiza, etwele iqiya emhlope, uDlomdlayo, uMabilebanda." Amazimba kutiwa, "Ngamabele ka Bungane." Umbona namabele zezona zinto kwensiwa ngazo utywala besintu. Ingoma ka Mhlala, "uLo-Tixo-mkulu"yingoma le yabanumzane, Izi-nxiba-mxaka. Yombela kwakuhlutwa etywaleni, kushukume ne Xego.

4. Amanqaku amahle namabi ngombona:- Umbona (uyoyiswa lilanga (imbalala) kanti ungoyi ude abebhetele uba namandla noba libalele. Intaka azitandi nje umbona. Emzinabeni umbona unempilo, kuba ukukudla okupakamileyo kwezimini kumtu omnyama. Awudali kuhqiwa esiswini. Umbona umandi kakulu. Uyasilwa kano bom, kwensiwe ngaye utywala. Uyashiyana ekuvutweni. Ubangela uvutwa msinya ngenyanga ezi ntatu, kanti ke ibunga (Teko yellow) ne jamani livutwa kade ngenyanga ezintandatu. Amanqaku amahle namabi ngamazimba. Amazimba omelele kakulu elangeni, akoyiswa yimbalela. Intaka ziyawatanda ngangokude alindwe ngabafazi nabantwana xa avutwayo. Anempilo nentswane kubantu.

Isidudu sawo silungile kumtu ogulayo. Ayenziwa nesonka esimnandi Amazimba ayaqhinisa esiswini. Uba kuko umtu ogulayo, usongelwa ngawo.

32. Amandi amazimba emlonyeni. Ayasilwa kwensiwe isiqhohobela sotywala bamabele. Utywala bawo buyatandwa kuba bunxilisa ngapezu ko bombona. Amazimba avutwa mva kunombona.

Amanqaku ngecuba:- Icuba liyamelana nelanga nokuba selibalele. Alidliwa zintaka nempahla kuba liyarara emlonyeni. Icuba alinampilo, lidala isifuba endaweni yoba lenze impilo entle. Icuba alenzi kuhina esiswini. Icuba limandi kubantu abatshayayo. Akuko nto lenziwa yona icuba. Livutwa msinya.

Amanqaku ngomya:- Umya uyamelana nelanga, awudliwa zintaka, udal ukohlokokho nesifuba ibantwini, nengqondo iyapangwa ngumya. Wenza isi bindi kumadoda omkosи. Awadali kuhina, wenza amendu. Uvutwa msinya. /Imfe.....

Imfe:- Ngumzalwane wezimba, ilinywa pakati kombona. Iyamelana nelanga ngokwamazimba, iyadliwa zintaka. Imfe inempilo kwaye ineswe-kile kuyo. Ayenzi kughina, endaweni yalonto iyasikulula isisu. Imfe inencasa emlonyeni. Ayisilwa, ayenzi Tywala. Ivutwa msinyane ngapemu kwezimba.

Imbotyi, nentlumayo, ne-erityisi:- Zoyiswa ngokombonalo lilanga. Azidliwa zintaka, zinempilo kakulu, azidali kughina esiswini. Zimnandi xa zityiwayo. Asinto isilwayo imbotyi, nentlumayo, ne-erityisi ziyakawuleza ukuvutwa.

Amatanga nemifuno (vegetables):- Amatanga ayoyswa lilanga, anempilo kanye, enza isisu sipole sitambe, kodwa kwabanye enza isilunguelala. Akadali kughina esiswini. Amnandi kakulu, ayatyebisa. Avutwa msinya kuqala kunombona angenise ulibo.

Imifuno (vegetables) Ezizinto zintsha kuti kuba zizinto zesilungu  
 33. Zingcinwa kukuncencetshelwa kuba amanzi ziwafuna kakulu. Zilunge kakulu esiswini nokuba ziluhlaza nokuba zipekiwe. Zinempilo zaye zimnandi. Azenzi kughina kwesisu, zivutwa msinyane kunazo zonke izilimcezikoyo.

5. Umbona:- Ngokomteto kufuneka kungadlalwa ngaye ngabantu nabantwa na. Xa umtu emosa akufuneki ati aku dikwa amlahle kuba kutiwa izinya-zosuka zixabane kubeko indlala. Konke ke ukudla okuzizilimo kuptwa ngalendlela akufuneki kugityiselwane ngako. Imbewu iketwa xa kuvunwayo kwensiwe iziswenye, amakasi adibanise izikwebu ezihle ezinenkozezinkulu. Xa ke nentywayo lo uyimbewu inkozo zesicupe nesikondo azenziwa mbewu, kutawalo upakati umbona. Iziswenye zixhonywa pezu kwendlu okanye kumanqwanqwa apezu kodladla. Imbewu icutywa xa kuza kulinwa. Ubona ochutyiweyo ufakwa esiseleni ebuhlanti. Xa upuma apo kutiwa sisancozi. Umbona xaq eseluhlaza akufuneki atyilwe umtu awukangele ~~xx~~ engazi kuwuka, kuba kusuke kungene amanzi kulondawo abole. Kubonwa nge mpontshane xa evutiwe umbona, ubulembu buyanqunqka bube mdaka. Umbona omtsha uyasilwa wenziwe isonka ekutiwa sisigezenga. Xa koluswa amakwenkwe kusilwa utywala ngemitombo yombona. Imitombo ke ngumbona ofakwe emanzini waza wantshula. Itike isilwe yenze ukubilissa utywala.

Amazimba:- Ayaqhunyisilwa xa avutiweyo ukuze angadliwa zintaka Ayalindwa ukuze angaggitywa zintaka emasimini. Imbewu iketwa kwasemasimini ibekwe yodwa. Iti ke yakufika ekaya ~~x~~ igcinwe yodwa ekoyini,  
 /ze iti xa.....

ize iti xa kuzakulinywa ibhulwe yodwa ekoyini. Akalahlwa okanye kufe-  
34. ketwe ngawo.

Icuba alinazinto zininzi nomya. Kucutywa amaggabi, aze omiswe ukuze litshaywe lakoma. Lisetyenzwa ngabafazi icuba namadoda ayazenza izicuba.

Amatanga:- Umdlezana kufuneka angazitsibi intanga kuba kutiwa lomatanga obola. Amatanga kufuneka angagawulwa imilibu kuba osuka angahlanzi kakuhle. Abantwana abacamayo xa belele abavunyelwa badaka-se pakati kwentanga kuba amatanga ayakusuke abole. Umfazi onzima kufu neka angazidli izinto ezinje ngamatanga. Itanga alifikwa esiseleni kuba lobola.

Amaselwa:- Iselwa liseluhlaza lenzelwa inkata lihlaliswe ngesibunu ukuze lijunge pezulu. Libaluhlaza ngoku kwetyabontyi. Imbewu yeselwa iyayekwa eselweni ingakutshwa kude kubelixesha lokulima Itike ikutshwe idityaniswe neyombona. Eyamatanga imbewu isuswa kwa oko ebutunjini yomiswe.

Nayo ilinywa neyombona. Iselwa ligqojozwa umlomo lixonywe emakaleni ukuze lome.

Amatapile, nembotyi, ne-erityisi:- Izizinto azinasisele. Imbotyi azingqushwa, azisilwa kanjalo. Mazo kufuneka imilibu yazo ingaqawulwa. Imbewu yazo iketwa sezibhuliwe. Kuketwa ezintle nezinkulu eziluhlobo lunye . Intlumayo ne-erityisi zikwa njalo.

Imbewu yamatapile iketwa ngokuti onke amancinane xa embiweyo afakwe ebhokisini abe yimbewu. Naxa avuniweyo amancinci akadliwa enzi wa imbewu. Xa aluhlaza ayadubula kupume indyatyambo ezibonisa ukuti sekuko ukutya ngapantsi.

35. Icuba:- Imbewu yalo yimbali epuma apa emantlokola adubulayo iti ukuba ivutulukile le mbali kupume izitole iziti ke zitatwe zityalwe. Amaxasha (Calender).

6. Ituba lokugala:- Ituba lokugala ukulima kwantu apa libonakala ngokuntshula kwezibi eziluhlaza endleleni nokuba luhlaza kwemiti ebe ivutulukile ebusika, elotuba kutiwa ngu "zibandlela" kuba lituba ekuti kuvela izibi emadlelweni. Intaka esibona hgayo ukuba ihlobo litwasile ngu ntloyiya. Inkwenkwezi yona esibona ngayo xa ~~kutiwase~~ kutwase ihlobo si Silimela. Xa silimayo ilanga litanda ukuba libe pezu kwentloko zetu emini emaqanda, litshalele ke shlotyen'i. Ezinya- ngeni lenyanga yokulima ngu August ekutiwa ngesixosa ngu "Zibandlela", /kuvele.....

kuvele izibi emandlelweni. Ngezimini kulinywa ngo November eye "Nkanga." Nemvula sikwabona ngazo ukuba masilime.

7. Ixesha lamandulo:- Ngexesha lamandulo beku linywa ngale nyanga ka Zibandlela (August) ngo September (Dwara) kuyalinywa kanti ke kwa-kulinywa ide ibe ngu December (eyo Mnga). Emva koko kwakulinywa kuko intsuku ezisibozo ekusatiwa zisalungile ekubeni kunga hlwayelwa ngazo. Emva kwazo umtu ufane enze into engenakubante maxa wambi. Ukulima kwetu ke umtu uxomekeke ekulimeni kwake, ituba atyala ngalo, kuba umtu utyala akuggiba ukulima ngeloxesha bekuhlwayelwa imbewu kulondawo izakulinywa, ukuzeke kulinywe. Kuba ke kufeziwe ukulinywa. Kwezimini ke sekugeleshwa pambi kokuba kuhlwayelwe imbewu. Ngeka Ntlolanja (January) kuyahlakulwa. Indawo zokuqala ezilinywe ngo August ziba 36. sezina maraniza, izinja sczimana zibanjwa zirama emasimini paya. Yiyo lento lenyanga kutiwa ngu Ntlolanja. Inyanga elandela leyo yeo - Mqungu.

Lenyanga yeyokwindla nayo, akuko nto isetyenzwa yo emasimini paya. Into engade isetyenzwe kakucolwa kwembotyi, imbotylezibe zilinywe ngetuba elipambili ezimfutshane ukutsho oko. Inyanga elandela leyo "yeydmbasa" (March) Lonyanga ke yeyokwindla. Kutiwa yeo "Mbasa," kuba kuya baswa kojiwe, alityalwe eziko atshe umbona omtsha. Imbotyi zicola ukutatelwa kulenyanga yomqungu kude kube ngu Ntulikazi (June) xa kuvunwayo. Ngo Ntulikazi lo kuyavunwa umbona mamatanga. Amatanga ati akokele ukucolwa avunwe ngo May (uCanzibe) ngezimini sekuvunwa ngeye-Silimela kuba indlala yenza ukuba abantu bavune kade benzela ukuba impahla ibe nento yokudla kulenyanga ye "Silimela" (July) nakule kutiwa ngu Zibandlela, kututelwa umgquba emasimini, kuzanywe izicumiso.

8. Izitiya (Gardens):- Indawo, ubuniniyo, Igadi yomtu iba kufupi nekaya, icandwa ezantsi kwesibaya.

9. Umcandi wegadi:- Kudala bekungeko zigadi, ngoku ke zabako. Zicandwa zizibonda.

10. Uhlobo lokucandwa kwegadi:- Ukuba abafazi lombu banemizi eyahlu-keneyo, emnye woba negadi yake. Kanti ukuba bahleli kulomzi mkulu mnye, igadi ibanye, ibe yile yomfazi omkulu kupela. Abanye aba boti babuse kuyelo mkulu.

11. Ukutshintshelana:- Abantu banako ukutshintshelana ngemihlaba xa bate baya enkosini bevumelene.

37. 12. Kwimihlaba vocando:- Kwimihlaba yccando bangatengiselana ngomhlabba, kodwa kule mihlaba, ingacandwanga nje ngalo wetu. Akunakutengiselwana ngomhlabba.
13. Umhlaba konyana nentombi:- Amasimi akalolifa konyana nakwintombi zomtu. Ukuba umtu ufile nnyana wake akawa bango kwintsimi nomhlabba kayise ngapandle koba aye eNkosini awucele lomhlabba. Ati ukuba ubeselenentsimi yake ayiyeke yona, atate le kayise.
14. Umhlaba womtu awunako ukuba uhlutwe kuye ngapandle kokuba akarafi Ukuba ke uhlutiwe kuba engarafi akuke Mbuyekezo ayi zuzayo. Asinto ikoyo uba umhlaba womtu wohlutwe kungeko sizatu.
15. Ilungelo ngomhlabba:- Umtu unelungelo emhlabeni wake nokuba akawu limi xa ewurafela. Kanti ukuba uyarafa akukonto inokumenza ukuba ahlutwe umhlaba wake nokuba uminyaka mingapina engawulimi. Xa engarafi umtu uyahlutwa intsimi yake emva kwesituba esingangeminyaka emibini njalo njalo.
16. Ukupela kwegunya lomhlabba:- Umtu uphelelwa ligunya emhlabeni xa efudukile wawushiya.
17. Indlela:- Umhlaba olungileyo ekulinyweni ubonwa ngokuti ube mnyama. Ukuba ubomvu ukangele elangeni ukwalungile.
18. Ahantu abonyula umhlaba:- Umhlaba ubonwa ngamadoda awugondayo umhlaba nezilimo ukuba ulungile ekubeni ulinywe.
19. Igadi:- Igadi ilinywa yonke into eqondwe ngumniniyo, umbona, amatanga, imbotyi, i-erityisi, amazimba, icuba, imfe nazo zonke izinto ezinje ngemifuno (vegetables) ziyalinywa. Igadi zabamnyamazikumhlabba owomileyo, zincencetshelwa zimvula. Ukuba umtu ulima izityalo ezifutshane (imifuno) uyayincencetshela ngamanzi awatute ngefattyi emlanjeni. Akulinywa kwindawo enomgxobozo nena manzi.
38. 20. Igadi ezinezinyuko (Terraced) azenziwa kweli letu konke, kulinuya nje igadi ingenziwanga mabakala ate ni.
21. Umjelo wamanzi:- Umjelo wamanzi omlambo ati avalelwa amane evuelwa ngelo tuba azakusetyenziswa. Enye indlela kukiwa amanzi ngenkabi aze umtu aggoboze ibekile, okanye ancencetshela nge tipoti. Ngoku sekuko izitya zokuncenceshela (watering cans) zaseMlungwini ekusetyenziswa zona. Enye indlela kwizilimo ezimfutshane (vegetables) kusetyenziswa amahlahla, afakwa esityeni esinamanzi kuncenceshewa ngawo.

22. Igadi entsha:- Ukuba isemitini amadoda apuma namazembe ayiwisele pantsi imiti leyo kwembiwe nezi punzi. Lomiti nezipunzi iyabaswa ukuba isesikoteni ayitshiswa, ilinyelwa ngapantsi kwenziwe umgquba wokuvundisa igadi leyo. Kudala bekutshiswa ngapambi kokuba kulinywe kuba abantu babe ngena ngqondo yesichumiso.
23. Umsebenzi wokulungiselela igadi:- Lomsebenzi wokulungiselela ukulima igadi wenziwa lisekude ixesha lokulima ukuze loncha igqunyele-lweyo ide ibole kungekalinywa.
24. Ukukhutyelwa kwegadi:- Xa igadi ikhutyelweyo inqunqwa isoyi namagadi awangoko kungeka linywa kafuneka liti lifika ixesha lokulima 39. abe amagadi selecunyuziwe.
25. Igadi ziyabiyyelwa, žibiyelwa nge soyi, namatye, nekamanga (aloe) okanye ngocingo lameva olune zintlu ezintandatu. Ngamanye amaxesha kombiwa umsele ngapandle, wokunqanda ihagu nenkuu.
26. Kudala bezingangeni inkomo ezigadini, kude kuggitywe ukuvunwa emasimini, kuba zingati zike zavulelwa, zakube zivuniwe igadi, zingabawa gqita ezonkomo, ziluqawule olocingo. Kwezimini umtu uti akuggiba ukuvuna igadi amane ezibisa inkomo ezingenisa egadini ngobusuku. Xa umtu eyibiyele igadi yake angayitshixa akuggiba ukuvuna kungangeni nto kude kulinywe. Unako ke ukulima imifuno yake nangalipina ixesha xa etanda. Akuko nyanzelo uba igadi mazivulelwie impahla kwakugqitywa ukuvunwa.
27. Igadi ziyageleshwa ebusika kwakugqitywa ukuvunwa. Zilungiselewe ixesha lokulima.
28. Igadi azike ziyekwe zilale zingalinywa ngapandle koba umtu usweli into yokuyibuya igadi yake.
29. Izilimo ziyatshintshwa ukulinywa egadini, nje ngokuba iminyaka ihamba. Isizatu sokuyitshintsha imbewu umtu uzeke efuna ukuba makade aqonde eyona mbewu ilungileyo egadini yake ngelinye ixesha imbewu itshintshelwa uba umhlaba utate amandla.
30. Ukuba umtu akalimanga umbona nokuba ngamazimba izinto ke ezo ezilunga ngonyaka, iyalinywa kabini igadi ngonyeka. Ati umtu alime imbotyi ati akuzivuna afake nokuba ngamatapile. Ezombotyi zezi zikawulezayo zingukahlia. Imifuno yona ilinywa roqo ngokuba ilunga njalo 31. Imbewu:- Imbewu iyaketwa. Kuti kusakuvunwa kuketwe umbona one-40. hkozo ezinkulu wenziwe iziswenye ezidityaniswa ngamakasi. Wimbewu ke leyo. Icintywa xa kuzakulinywa, bayekwe onocupene zikondo, /kucutywa.....

s774

K11/ 40

kucutywa lombona upakati.

32. Apo igcinwa kona:- Imbewu igcinwa ekoyini (store) uka yeyetapi-le yanekwa nje pantsi, eyombona ihlala iziziswenye eludladleni, kumanqwanqwa alapo, nokuba kusekoyini apo.

33. Imbewu:- Imbewu iyasukulwa ngokwakudala. Ifakwa isisukulo. Isisukulo liyeza lesi xosa, lokwenza ukuba lombona uze ucume.

34. Amayeza:- Amayeza axutywa nembewu afunyanwa ku maxwele, abantu abapata imiti. Lomaxwele ako kwelilizwe, kanti ke abanye bawafumana kumaxwele akumazwe akude, oAlexander eNatal nabanye njalo njalo. Iyeza lokucumisa, ekutiwa sisisukulo sokudla, litengwa ngeponto enye (£1)

35. Ukuhlwayela:- Elowo umtu uti zakuva imvula zehlobé alime. Aku-lindelwa lizwi lenkosi. Ati ukuba ulime kuqala, impahla isate vakala la emasimini abaleke akuyigqiba ayokucela inkosi ukuba ixelele abantu bakupe impahla emasimini. Xa iyile ke emasimini sekutetiwe yinkosi ebandleni, iyabanjwa, lomtu adliwe.

36. Umhlaba:- Umhlaba ugale unqunqwe nge ere (harrow) wakube uli-nyiwe pambi kokuba kutyalwe imbewu.

37. Uhlobo lokuhlwayela imbewu:- Imbewu ihlwayelwa nge sandla, kodwa ngoku sesihlwayela ngomatshini (planters).

38. Ezixobo zokulima:- Esokuqala isixobo sokulima likuba, kulandele iyere eyokunqunqi umhlaba, kulandele umashini wokutyalwa (planter) kulandele isikofolo sokuhlakula (cultivator).

41. 39. Umtu uyazilimela azihlakulele ngokwaké, ngezinto zake, ngapandle komtu ongenazinto, obujelwe zizihlobo zake okanye izizalwane. Kuya-ncedwana, ol ihlwempu alinyelwe zizikulu ezinezinto. Kwenziwa nama-lima xa kusukelwa ixesha lokulima, xa kubonwa uba seliza kupela. Enziwa naxa kuhlakulwayo amalima naxa kuvunwayo.

40. Uhlobo owenziwa ngalo lomsebenzi:- Sekutshiwo kumbuzo wamashumi matatu anesatoba ukuba kuya ncédwana. Amalima ayenziwa. Inkosi iphunyelwa sisizwe sonke sayo, incediswe ukuba mayiqqibe kuqala.

41. Abazalwane nabamelwane:- Abazalwane kwakunye nabamelwane bayan-cedana ekulimeni.

42. Umvuzo:- Abantu abazokunceda abalindelanga mvuzo. Banceda ngo kwesintu. Kuncediswana ngesisa, umncedi anele kukwenzelwa ukudla okumnandi, notywala ukuba uyabusela.

/43. Uncedo.....

43. Uncedo: - Uncedo lunikezelwa kulowo ulufunayo, uxakekileyo, asiyonto yinziwa ngagem, ngapandle kokuba kuko imfuneko yalonto. Ayilonyanzelo into yokuba makuncedwane elowo nalowo, emakancedwe ngoxakekileyo okanye olihlwempu kupela xa ezicelele.
44. Into yokugala: - Into ekuqalwa ngayo kukusela, kuze kuti kwaku nxilwa, kombelwe zintokazi kuxhentshe ngamadodana. Upimiso nalo luya qutya wa nje ukuba kunxilwe.
45. Iradi zenkosis: - Kuqalwa ngegadi zenkosis ukwenzelwa amalima okulima nawokuhlakula. Lonto yimbeko efana nedaliweyo kwabamnyama ukuba kuqalwe kulungiselelwe inkosi kuqala.
46. Ukuhlakula: - Kumaxesha akudala bekuhlakulwa kude kube sekwindla  
 42. umfazi egwangxula ngokwenteto yakudala. Lonto ke iteta ukuti umfazi ubengahambi ndywala kuba ete xhishi ekuhlakuleno ephindaphinda.
47. abantu abahlakulayo: - Ukuhlakula yinto eyenziwa ngabafazi nabantwana. Amadoda ahlala ezinkomeni, efundisa amakwenkwe indlela zokwalusa. Ngapaya koko amadoda akenzi nto ngexesha lokuhlakula.
- Kanti ngeli xesha sikuko izi kofolo (cultivators) kuhlakula amadoda namakwenkwe, abafazi ba hlala emakaya.
48. Into ekwakuhlakulwa ngayo: - Kudala bekusenziwa amakuba ngomtati, kuhlakulwe ngawo. Ngezi mini sekuhlakulwa ngamakuba asesiLungwini entsimbi.
49. Ukulinda: - Ezintakeni kwakiwa indlu ekutiwa lipempe, ukuze ke kufunwe icule lokunyanga intaka. Icule elo ke akulindi lona, into eliyenzayo kukwenza iyeza eliqhumisayo paya emasimini, kuliqhumisa. Abafazi ke bat i bawalinde amazimba imini le xa intaka zikoyo, bayeke ukutshona kwe langa, zakuya kulala intaka. Kudala kwaku yayisaluswa ngamakwenkwe, kungabiywanga ayaluse ingayi emasimini. Indoda nonyana bayo bebesalusa kunye. Inkumbi azinayeza silaziyo Tina lokuzinyanga. Ngapandle koba zitshiswe nge parafini nomlilo. Emboneni kukataza imfene nentsimango. Imfene zona ziyatiwelwa ngomgibe, kungenjalo zibekelwe inyoka ijingiswe elutini. Imfene ziyayo yika kakulu inyoka. Ziti zakuyibona zikale zibaleke. Inkawu zitiwelwa ngeselwa nokuba ngu mxoxozi ugqojozwe, wenziwe intunjana ziti ngokufuna intanga ezi, zifake isandla, kanti nokuba sekuteni, inkawu ayinako ukusikupa ~~ixekeli~~  
 43. isandla se ifumbate intanga. Iti ke ibulawelwe apo ngumnini ntsimi ngokufika ayibete. Amasela eba umbona afunelwa icule lomtu okwaziyo

/ukukuhlela.....

ukukuhlela. Iyeza eli lifakwa paya ezingcanjini zombona osemasondwe ni entsimi kanti ke isela loti lakumbla lombona lidumbe izihlati, lipiqike impetu, lide lizise ko Siyazize lifumane uncedo kwesosifo.

50. Abatiyeli bemfene:- Abatiyeli bemfene bawuka ekuseni, ilanga lipume sebesemasimini, kuba imfene nenkawu zivuka kwakusasa. Ziyapinda imfene nenkawu ziye xa kuwlwayo, kufuneka ukuba mazilindwe ngamadoda. Emini imfene azilindwa.

Intaka zona azina xesha liteni oko kusile kufuneka zilindiwe, kuyekwe ngokusuke litshone ilanga. Amasela akhuhlelw ngokuhlwa, ukuze ati akufika ngexesha afika ngalo abhajiswe engaqondanga. Abantu abalinda intaka bakelwa amaphempe, enziwa ngenca bahlale kuwo xa balindayo.

51. Uhlobo ezigxotwa ngalo intaka:- Kuya kwazwa kutiwe, "U - hu! okanye kutiwe, "Hobe", "Hobe," Ngamaxa wambi ziyatshawuluwa intaka ngotsawulo lodongwe ne ntswazi. Ngapaya koko zoyikiswa ngamaronya enxowa szifakwe ezintini. Lento yenziwa ifane nomtu, ze intaka zicinge ukuba ngumtu.

52. Amayeza anyanga intaka:- Besekutshiwo ukuba intaka ziyaqunyiselwa ngeyeza lokuzenza zingawatandi amazimba. Umbundane awunayeza ngapandle koba umtu aeppane nexesha okoyo ngalo ekulimeni. Ngelixesha sinalo uba uko umbundana waza watata amatambo enyama eggitywa ukudliwawafaka kwindwo oyili mi leyo enombundana. Kuphuma ubugrwangu ize budle umbundana ufe, upele ke ngoko. Izilwanyana zona azinamayeza

44. ngapandle kokuti, yelwa. Amasela wona ayakhuhlelw.

53. Into eyenziwayo xa isela lebile:- Xa kubonjwe amasela ebile, kukangelwa inyawo zavo, zinyangwe, ukuze ati umtu odumbe inyawo aziwe ukuba nguyelo ubileyo.

54. Izilimo ezinywangangeyeza:- Izilimo ezinje ngamazimba ziyaqunyiselwa, okanye ziyanyangwa ngeyeza lokwenza ukuba zicume.

55. Ukuvuna:- Umbona uvunwe ebusike, kweye Silimela inyanga. Uvunwe ngabantu bonke balomzi, kwanamazimba ngokunjalo. Umbona wenziwa izita emasimini, eziti emvakoko zitutwe ngezileyi, nange nqwelo. Uyaklutywa amakasi, kanti ngaxa limbi uya namakasi ekaya ahlutyelwe kona, aze amakasi enze ukudla kwempahla. Amazimba avunwa ngerengqe asikwe amahloko abe zizita. Imbotyi zivunwa ngabafazi nabantwana pambi kombona ngeka Canzibe namatanga aqokelelw ngabafazi kwakule nyanga.

Ayaqokelelw atutelwe ekaya.

/56. Amasiko .....

56. Amasiko enziwa kwakugqitywa ukuvuna:- Kwakugqitywa ukuvuna abantu abanezinto bayaxila x inkomo kutiwe lonkomo ixelelwa ukutambisa izandla, kuba kukade zidliwa ngamakasi ombona xa kuvunwayo. Kungenjalo ke kutiwa kubulelwa izinyanya. Ngamanye amaxesha kuti kwaku gqitywa ukuvunwa kusilwe ntywala kwangalombona. Obotywala ke bucelelwa imvume enkosini, bulawulwe zinduna zakomkulu, ngokomyalelo wenos, kubako injoli zakomkulu namapolisa akomkulu. Injoli ezi zijola obutywala, amapolisa wona agcina abantu bangalwi, egameni lenkos. Bonke abantu abebencedesile ekuvuneni, bane lungelo kobutywala. Kuti-  
45. wa, xa bubizwa butywala bezileyi nenqwelo.
57. Uncedo kubamelwane:- Ukuxhela inkomo yinto yamadoda, ngoko ke xa kuwiswa inkabi yokububela oku kutya kufunyenweyo, kubizwa ibandla, amadoda elali, aze kuyihlinza inkomo leyo. Kukutshwa imibengo yama- bandla, oje, adle. Etywaleni kuqo kelelwa abafazi belali bonke bazo- kuncedisana ekusileni obotywala.
58. Isabelo senkosi:- Enkosini kusina ilala lotywala, kuzeke kuce- lwe amapolisa okugcina imvisiswana pakati kwabaseli botywala. Nase- nyameni inkosi iselwa isixhanti senkomo ukuba mayidle nosapo lwayo. Akuko mtu wumbi ufumana sabelo sinje, ngapandle kwenkosi.
59. Umbona uti wakuvunwa ulayishwe kwangoko ezileyini nasezingwele- ni, usiwe ekaya. Ngama nye amaxesha ulayishwa enamakasi uti ke waku ukutyisa inkom: xa kubandayo, ebusika. Otandayo umhlubela paya ema- simini agoduke umbona selehlutyiwe.
60. Ukuhlutywa nokubhulwa kombona:- Emasimini umbona uhlutywa kwa- ngoko ngabavuni. Kuti ke kwakufika ixesha lokubhula afakwe ekoyini abulwe ngamadodana ngeziqobo. Kanti ngokusele xozwa ngabafazi. Utu ke akuba eqqityiwe, eliwe, ngabafazi. Utu ke emva koko afakwe ezi ngxoweni atutelwe eziseleni okanye agcinwe ezikoyini.
61. Indawo ekubhulelwa kuyo:- Indawo ekubhulelwa kuyo, umgangato iyaridwa kakuhle ize isindwe igude. Kwenzelwa ukuba umbona aze anga- lumezi, angabinahlalutye. Amazimba wona abhulelwa paya emasimini akusikwa aposwe ndawonye ezizadulwane aposwe esanden. Lento isisanda  
46. iba lilitye elite Tebelele, paya entsimini okanye kutshentwe kwenziwe ibalana eliti ke liridwe, lisindwe, emva koko kubhulelwa kulondawo ngamadodana ngezibhulo zomii, kuti kwakugqitywa intlaba le, yeliwe ngabafazi, bancediswe ngabafana aba ngokuwasusasusa amazimba.

62. Uhlobo atutwa ngalo:- Intlabo lena ke ifakwa ezingoweni, yakuba yeliwe ize ilayishwe ezileyini ezitsalwa zinkabi, ukuya emakaya.
63. Ukwahlulwa kwawo:- Abavunisi bapiwa inkohe, oko kukuti bayabe-lwa intwana yombona nokuba ngamazimba, okuya kuzi pekela emakaya. Xa bepiwe emasimini kutiwa ngamaqashu. Ukuba emzini kuko isitembu, um-fazi omkulu uti kwaku bhulwa abaphe abanye abafazi abasemva kwake isi-ludu & emnye kulonto ibe ivunwa.
64. Ukugcina umbona:- Otandayo umtu umbona umgcina eziseleni nama-zimba ngokunjalo. Abanye abantu bamgcina ekoyini kodwa ibe yindlu engena umoya kakulu, ipole, aze umbona angangenwa yingogwane.
65. Into adityaniswa naye:- Umbona akukonto simdibanisa nayo tina xa simfaka esiseleni. Naxa asekoyini akadityaniswa nanto.
66. Uhlobo ekuvalwa ngalo:- Isisele samazimba sivalwa umlomo waso ngelitye elihle eliwuli ngeneyo umlomo lo. Kubekwa iminyani yamazimba eti yenzelwe ukukusela kunye no bulongwe benkomo. Kube kuti kwaku-gqitywa ukugangata kufuneka elesibini ilitye eliti ke lona lenzele ukuba isisele masipakame umlomo lo ubi buti ncu apa ebuhlanti nalo elilitye liyagangatwa ngobulongwe benkomo.
47. 67. Isisele simana sihlale, sihlale sirotywe kuze kubonwe ukuba aku-negeni manzi na. Iyatyiwa into epakati esiseleni kubonwe ukuba aku-negeni manzina. Kuti ke kwakuba kuqondiwe uba kusalungile kubuye kuvi-ngewe kwangoluya hlobo lokugala.
68. Ixesha elihlalwa ngumbona nezimba eseseleni:- Isisele sihlala ixesha elide ukuba umbona ugalewe ebusika ukutshwe ukutwasa kwehlobo. Kuba awusenako ukungenwa yingogwane ngoku. Omnye ✕ ukutshwa selesisa ngcozi xa efunyenwe litontsi akabonakala kwangoko. Kodwa xa ebessindi-le., emanzini ukutshwa angenanto, omile, afakwe ekoyini. Isisele siya pindapinda ukusetyenziswa, iminyaka eliqela. Kuba siti siqhunyiselwe ngokubaswa umlilo sihlale somile, silindele owomnye unyaka umbona.
5. Impahla efuyiweyo.
1. Impawu zokwahlulahlula inkomo:- Inkomo ezifuyiweyo kuti tina ngabambo, uhlobo lwenkomo olufutshane, olumpondo zinde. Zinkomo ezinkabi zomelaleyo elangeni xa ulima ngazo, nasezifeni zilukuni azifumane zife Amazi zazo azinamasi, zilukuni oku kwebokwe xa libaleleyo. Uhlobo olulandela olo ngama Xosa. Ezinkomo zinempondo ezibomvu, zipakamile, kungoko ekutiwa ngamaXosa kuba amaxosa ngabantu abapakamileyo.

/Amazinamasi.....

Azinamasi nazo, zikwanamandla ekutsaleni, naselangeni. Kodwa zibhetele ngamasi kunaBambo. Abambo zinkomo ezeza nabantu eZweni eLutukela AmaXosa ke wona zinkomo zamaxosa kwaPhalo. Zombini ezintlobo ziyafuluwa ngabo bonke abantuabamnyama.

2. Amagama emibala yenkomo:- Inkomo zingama balabala anqafaniyo. Ziko ezimnyama, ezibomvu, ezintusi, ezinco, ezilunga, neziwaba ezi-  
48. mhlope, ezicola, ezirwanqa, ezingqabe, ezimdaka, ezilubhelu, ezimvu-  
bomazimba, ezimala, ezimtuqwa, ezimpemvu, nezintsundu.

Imazi kutiwa zimnyamakazi, zibomvukazi, njalo njalo, namatokazi ngokunjalo. Xa liselula itokazana kutiwa linanyamazana, libomvazana njalo, njalo. Ukumisa kwazo impondo kwahlukahlunene nako. Ezinye zixaka, ezinye zinxele (olunye lupakame, olunye lutobe noba lulupina) izinye ziphecile, ezinye ziqutu zijongene, ezinye zingkuva, ezinye zimile zikangele pezulu, ezinye zibheke emacaleni, ezinye zimpiko, ezimpiko ke zezi zona zijonge ngasemva.

3. Inkomo ezibongwayo:- Inkomo ebongwayo kwantu yeti xa izakusengwa inxakame, okanye inkunzi esukuba ikonya izibonakalalisa ubunjinga nokukalipa ekulweni nezinye. Kanti maxa wambi kubongwa inkabi eyifolosi xa ibuya kakuhle endimeni kulinywa. Imibala yona nokumisa ayibongwa. Kutiwa xa kubongwa imazi yenkomo, "Nguqhina ka qhonono, umayi zale inkomo sidle isiggoko." Enkunzini kutiwa, "Nguzigodlwana zenkunzi, ujamegxelesha, ufudwana alufi, kuba lineqokobhe, ugweba kutaki mbuphu, deka tafile."

4. Imibala efunekayo nengafunekiyo:- Inkomo ebala limhlope ayitandwa ngabantu kuba kutiwa ineyece, nezote. Iyatengiswa okanye ibulawe ngumnniniyo. Inkomo exaka iyatandwa kuba kwaku xhentswa ngayo. Indoda imisenge xaka layo. Inkomo empiko yeyomdudo xa zileqwayo inkomo kwa Xosa. Ezinkomo zesi Xosa zimondo zinde zeboleqo esijadwini.

49. 5. Inkomo exaka enikelwa enkosini:- Inkomo exaka yinkomo yokuxentsa, iyayinikwa inkosi ibe yeyayo kuba iyinkomo entle.

6. Inkomo ezimbala mnye:- Abantu bayatanda ukufuya inkomo ezifanayo ngakumbi inkabi zokulima, nokuba zezokubotshwa enqweleni. Ziyafanaleka inkomo zomtu xa zifanayo ngebala.

7. Upawu lenkomo:- Abanye abantu bayazitshisa inkomo entsulen'i nge-ntsimb'i yegama lomtu. Abangenzilonto bayazipawula endlebeni benze izikeyi kwelinje icala kwelinje ibe yinkonjane. Omnye uyenza itshwili /apa endlebeni.....

apa endlebeni itshwile ibazwe ngoku koluti. Kungenjalo omnye uti ayinqumle enye indlebe enye icandwe. Ngaxa limbi indlebe iyagqojozwa yenziwe umgqobo. Otandayo inkomo iyatshiswa elupondweni ngentsimbi. Umtu ngamnye uncopawu ewake, nonyana bonko banempawuzabo ngapandle kwalowo uyindlamafa, olupawu lukayise lulolwake. Inkomo xa itengiswa nokuba yanani siwe iyaphawulwa ngopawu lwalowo uyitengileyo.

8. Amagama enkomo:- Amagama enkomo ezizimazi Ngo Bojtrokwe no Vekwasi, no Romeyisi, no Wacewuka, no Watshayisa, no Kofi, no Tipati, no Watshumai, no Bayisekile, no Wadawuza, uNtombayiteti, uNtombayivumi, uSambodi, Ezizinkabi ngo:- Bantom, Selani, Bayaskopu, Dina tayim, Stampere, Skelem, Bayizela, Rhomani, Doukiri, Seplasi, Rafani, Bleyiza, Bolani, Binoni no Buzayisi.

9. Umnini nkomo:- Inkomo zezomnimzi kupela xa efile zezonyana wake oyindlamafa, azinanto yokwenza nonina. Abantwana abangabambi banganenkomo xa baphawulelwe nguyise eseko. Umfazi inkomo eyeyeyake 50. yeyobulunga awaza nayo kowabo nenzala yayo. Indoda ibanazo inkomo nokuba ilisoka ayinamfazi xa izisebenzile naxa ziselu lawulweni lika yise. Umhlolokazi akanalungelo ntweni kwizinto zendoda yake. Ukuba indoda yake ifile engena mtwana wasebuhlanti oyindlamafa, impahla yomyeni wake ilunge kubakuluwa nabarinawe bendoda yake. Xa sukuba indoda ife ingenanyana, aze umfazi lo ahambisane nandoda itile selefile umyeni wake. Uti keumfo lowo avunywe ngumzi aziwe, aze ati ukuba nte kolo metsho wazala umtwana oyinkwenkwe lo mtwana akanalungelo kwizinto zalomtu ufileyo.

10. Impahla, nezinyanya:- Xa ilifa umtu elipete kakubi kuye kubonwe ngokuti, limlandele umnini walo oko kukuti iti ukuba yimpahla ifele ukupela. Ezinkomeni kuko inkomo ekungafeketwa ngayo, ekutiwa yinkomo yomzi. Leyo yinkomo enemihlola, eti ukuba ibuyile endle yafika yaka-la enkundleni, iye esibayeni ifike llale, ize ibuye ivuke icombuluke ihambe. Kwaziwa uba kuko into ekoyo ezakwenzeka. Yinkomo eba yinkabi eti oko yazalwa ingaze ibotshwe. Iti ke xa indala ixhelwe, kusilwe utywala kuselwe. Idliwa yonke apa ebuhlanti, amatambo aye atshiswe angayi komnye umzi, kuba yinkomo yezinyanya le.

11. Unqulo lwenkomo:- Iyangulwa lonkomo kuba yinkomo yamatongo. Igcinelwe uba kunqulwe kuyo kakade. Yinkomo yo Bawomkulu, okoko aba basapiwa yo nanamhlanje. Inkomo elolubhlobo ayixedwa mgidi

/nazidlo.....

nazidlo konko. Ufele lwalenkomo belusenza ingubo yomnikazi walomzi, inkosikazi enkulu. Lusukwe kakuhle. Belungambatisi mnumzana xa angcwatwyayo. Lonkabi ayisetyenziswa, yinto eti xa inkomo ezi zipumayo ebuhlanti ipume mva yona ibekeke kancinci, yinto enebele kuktueba lenkabi iyabongwa ngamadoda. Inembongi yayc ete geqe.

51. 12. Imiqndiso yokudlisa inkomo:- Indawo yokudlisa impahla bonakala ngokuti ibo namanzi abalekayo ukuba ilungile.
13. Ingca egulisa impahla:- Inca elungileyo ezinkomeni yingca esisikota. Umhlaba onobogo nawo ngumhlaba wenkomo. Umsuka wona ugqiba amazinyo enkomo. Kuko umti ekutiwa ngu mbelebete, umti oti wakusezwa imazi yanromo itsyo yehlise, ingqule xa isengwayo.
14. Ityefu:- Urongxeni uyityefu empahleni, xa imtyile uyenza ityafe amalungu omzimba, ife. Omye kutiwa lubukuzo olubasehlatini nalo lungozi ngokuti lakudliwa yinkomo igule ife.
15. Ixesha edla ngalo impahla:- Impahla ilala ebuhlanti, ize ivueliwe kusasa kwakupela umbete, Kudala impahla ibe ilala endle kumihlaba enamaqolomba. Impahla ke paya endle ibuya emalanga, litshone ilanga sekukudala ilapa ekgya. Ixesha lokuseza impahla lisemini emaqanda, nasemva kwemini. Inkomo ukusezwa kwaze ziyaqutwywa ngabelusi bazo ziyekwe zakufika emanzini ziziselele.
16. Indawo ekugcinwa kuyo inkomo:- Inkomo zabantu zilala ematanga, kwakiwa izindlu zabalusi abalusayo.
17. Intlalo yabelusi ematanga:- Abelusi ~~mx~~ abesematanga bahlala uoomi obumnandi. Intlalo yase matanga ifana nale yobukweta, yokuhlla endle. Kuyisengwa kuzingelwe kudliwe amasi nenyama. Ukuba kutatwe inkomo yasiwa ekaya iye kuhlinzwa, katatwa icala lonke lenkomo liye ematanga. Inyama ilayishwe emaqegwini enkomo. Balala ko ngqupantsi nje ngokuba nasemakaya bekuhlalwa ko ngqupantsi, mandulo. Kuya zingelwa imini le, kuhlanje, kuqujwe ezizibeni ezikwalapo. Abafazi
52. bayaya ematanga xa basa ukudla emadoden'i abo. Nosapo luyela kwa esosizatu ematanga.
18. Abantu abalusayo:- Amakwenkwe amancinci akayi paya ematanga. Kwalusa abafana namadoda angamagqala namakwenkwe aselemadala. Abaqeshwa bebengento kudala bekungaluswa ngabaqeshwa.
19. Xa amakwenkwe esalusa inkomo:- Xa amakwenkwe alusayo, adlala intonga, abetane okanye enze utinti. Utinti ke ngumdlalc wentonga,

/ekumana.....

ekumana kugityiselwe intonga kugxunyekwe ezinye ezimbini. Kungenjalo enza ungcaka kubeko into ekutiwa kukugxiza. Umtu ke uti xa esala ukuya kunqanda agxizwe. Ayafundisana ukulwa ngentonga nokukwazi uku- ngena ediwini. Nongcaka ke aba bafundwa apo, nokuzingela kufundwa apo, kwa nokudada. Imidlalo yamakwenkwe nokukwela amaqegu kufundwa apo. Ukutiyela, nokubambisa intaka ngezigu nezabata kufundwa ezimpa- hleni paya. Nokupondla. Ukwalusa paya ematanga, abalusi bayakululana kuti kwenye inyanga ibe ngabanye, Abahlali nyaka wonke eTanga.

20. Ubuhlanti benkomo:- Ubuhlanti bakiwa pambi kwezindlu, buti qele- le kancinci. Bakiwa ngamatye kungenjalo ngamahlahla. Kwembiwa imi- ngxunya kufakwe amahlahla kubiywe. Isango livalwa n̄emivalo, imiti enqunyuleziswa apa esangweni. Ubuhlanti buyanyangwa kubizwe iqqira, eliti liqumisele inkomo zande, kungangeni zinto zimbi. Lomti umbelwa- yo kutiwa lihlengezi.

21. Imiteto emavigcinwe xa kungenwa esangweni:- Xa kungenwa esangwe- ni ebuhlanti. Akungeni wonke umtu, ngapandle kwabantu balomzi, aba- ngamadoda. Abantu ababinqileyo abangabafazi, abangeni ebuhlanti. Ubu- hanti abubaswa. Xa kufuneka ukuni kuxe liwe amadoda esidla inyama.

53. Um-ninimizi iba nguye osuke ancotule ukuni ebuhlanti lucandwe, kupikwe Inkomo eqalwayo ibanjelwa ebuhlanti bekowayo.

22. Ukusenga noku xela:- Kusengelwa ebuhlanti, iti inkomo emangalayc ibotshelelwe exantini. Xa seziqelile zisengelwa noba kuse nkundleni. Inkomo exelwayo ihlatyelwa ebuhlanti, ihlinzelwe kena ngamadoda.

23. Indawo zentlanganiso zamadoda:- Intlanganiso yamadoda isenkundle ni kupela, ekungenwa buhlanti libandla. Abafazi abangeni ebuhlanti. Abantwana abangama kwenkwe balomzi bayangena. Abazintombi abangeni xa sebekulile.

24. Ubeko lwenkunzi:- Inkomo zokuzeka ezibekwayo ziya ketwa, iti xa imbi inkunzi itenwe ngumninimzi. Inkunzi omfutshane, nebala libi nekumisa kubi, nenkunzi etsobileyo amazantsi azibekwa. Kuketwa inku- nzi entle, nenomzimba omhle ngumnini wayo ayibeke. Inkunzi ezalwa litokazi ayibekwa konke.

25. Inkunzi emhlambini:- Inkunzi emhlambini ibanye, kuba ziti zaku- baninzi zilwe kungalunginto.

26. Inkunzi ~~mekkimbini~~ epindayo Inkunzi epindayo iyatenwa okanye ixelwe ngumniniyo.

/27. Imazi.....

27. Imazi ezisiwa kwinkunzi zabantu:- Xa umtu evene nominini womnye umzi. Imazi ziyaqutywa zisino kwinkunzi yomnye umtu. Ziyavalelwa kulomzi zilale ubusuku nokuba zintsuku, inkumzi izizeke. Kudala beku ngeko mali yoqesho ngenkunzi. Bekuncedwana nje. Itole lelomnini mazi nokuba lizelwe njani, ngenkunzi kabani na.
28. Ukumita kwenkomo:- Inkomo ibonwa ngokuhlakaza, nokufinyisa, nokuti obuboya bupezu komsila bume ukuba imiti. Enye into uboya buyaguda bulale, ityebé kakulu. Iti ke xa seyipambili iye ifaka ibele liye likula.
54. 29. Into eyenziwa kwinkomo ezimitiyo:- Inkomo emitayo eyinyangwa, into ekoyo ipatwa ngenyameko, ingaleqwa ngabantu abalusayo. Maxa wambi uninini wayo uyayondla ukuze izale ityebile.
30. Ixesha lokuzala:- Ixesha lokuzala lixomekeke eku kwelweni kwayo, izala naninina emva kweshumi lenyanga.
31. Uncedo olwenziwayo:- Inkomo exatyelweyo iyancedwa irolelwe, xa imelwe.
32. Amacule okurolela:- Kuko amadoda okuyinceda inkomo exatyelweyo Nanga amagama awo:- Julius Makalima, Edward Foyi no Mlungu Njoza, ngamacule ke lawo okunceda inkomo exatyelweyo.
33. Ukunyaangwa kwenkomo:- Inkomo ziyanyangwa ukuba zande, kunyangwa nge yeza lesibaya.
34. Inkomo ezingazaliyo:- Inkomo ezingazaliyo zisikwa impene, ayixelwa ngabantu abamnyama.
35. Igama lemazi ezele kanye:- Imazi ezele kanye kutiwa lizibulekazi. Ezele kabini nakatatu njalo-njale kutiwa yimazi.
36. Inkonyana esandukuzalwa:- Inkonyana esandukuzalwa iyakunyiswa ngomkumiso, iyeza lokurudisa likupe umtubi. Inkonyana igcinwa esibayeni ibotshelelwe esisingeni.
37. Umalusi wamankonyana:- Amatole aluswa yinkwenkwana esafundayo ukwalusa esencinci yalusele apa kufupi nekaya, akasiwa edlelweni wona njenge nkomo. Adliswa odwa angadibani nenkomo.
38. Ukuqeleshwa kwenkomo:- Inkomo xa kuko imijadu ziyaleqwa ngamadoda azi bete. Ziqa qeqeshwa kulonto zise ncinci inkabi. Ziyenziwa amaqegu zikwelwe kanti nombona ututwa ngazò emasimini, Nempahla yonke iyatutwa ngala maqequ. Ziqaqeshwa ukuba zize edyokweni, umtu ebambe idyokwe.

55. 39. Ukosulwa nokuditshwa:- Kudala inkomo bezingapatwa zingaditshwa. Inkabi yenkomu ibisite ibonwe ibhenile, ihlungulu licolacola amakalane, lite ngcu emhlane. Ngoku inkomo ~~z~~ ziyaditshwa zicetywe indlebe nemisila, zitanjiswe nge dipu.
40. Uhlobo olwensiwa impondo:- Inkomo iyabazwa impondo zayo xa suku ba umtu efuna ihlabe kwezinye, kanti inkomo ehlabayo ngokugqitileyo inqunyulwa amanqindi ukuze ingabi nangozi kwezinye. Xa inqunyulwa amanqindi iyasarwa ngesara.
41. Inkomo ezingamaduna:- Inkomo ezingamaduna ziyatenwa. Inkomo itenwa iminyaka mibini izelwe, iselitole, igora, kutiwa lonkomo yintenwa. Inkomo etenwe isencinci iba nenyama kwezinye. Xa itenwe seyindala kutiwa likwange, inkomo enengcwangu, eguga msinyane. Itenwa uba ingafanelwanga bubunkunzi, okanye xa ungayitandi, okanye imbi okanye ayingqula itenwe yinteni ngemela. Kusikwa isingxobo esi samasende acudiswe ngamanye amasende, ukuze kukutshwe ingeambu zawo. Le yomtshini indlala intsha ye yabe Lungu, ayaziwa kwa Xosa.
42. Izifo, amayeza, nobuggi:- Izifo ezinamagama apa ezinkomeni sisifo samakalane, nedorosi, nenyama yemakwenkwe (udila) ulindipasi, urongxeni no Rwengxe (1912) umbatalala, (umtshetsha) inyongo, nobucopo (madness) namatumbu. Isifo samatumbu kusuke iti inkomo ityebile amatumbu eze esingeni apa. Inkomo ikohlwe kukuhamba. Enya into ngumlanga nomhlaza.
43. Izifo ezitile:- Izifo ezitile zibangwa kukuti kanti inkomo ezi zaluswe kwindawo enorenxeni no bukuzo. Urongxeni yinca enesifo nabukuzo ngumti owenza isifo wakudliwa yimpahla. Inkomo ziti ukuze zingapili ngelinje ixesha zibe zidibene nenkomo. zomtu ofuye ngenyoka
56. yobutyebi, zitanda ke zona ukuphunza, nokutyaphaka nokufa izito (umkondo).
44. Amayeza:- Xa inkomo zidle urongxeni zikandelwa kwa ingcambu zikarongxeni (inch) zisezwe yena. Ubukuzo nalo ~~z~~ luyazelwa zingcibi zokuseza. Isifo samakalane siyanyangwa, kukuditshwa kwe nkomo. Udila usezelwa ngobuhlungu beramba lamanzi. Iyeza lenyongo bubushwa buxutywe nemfincamfincane. Inkomo iyabanjwa iseze nge madoda, iseze ngembodlela. Ngapaya koko iyacinywa ngesigodlo sopondo lwenkomo.
45. Impahla eyaphakileyo:- Impahla ukuba yaphukile iyahlatyelwa ngomhlabelo izeke ibotshwe. Ibotshwa ngemiti exoziweyo namaronya

/ngapantsi.....

ngapantsi ibotshwe ngentambo yencaluka. Ako amacule wona asuke ati umtu kwindawo inkomo ebinyatele kuyo, kufakwe umhlabelo, kanti inkomo yapila qete imile.

46. Ukuxhelwa:- (kwenkomo) Inkomo iyaxelwa xa umnininizi efuna ukudla inyama nosapo lwake. Inkomo zomzi ziya xhelwa ngoluhlobo. Kukoliswa ukuxhelwa xa kuko isizatu esinje ngomtshato, ukwalusa, ukutombisa intombi, idini lokulungisa umtu, xa inkomo igulayo seyidleki-le iyanqunyulwa mukangelwe isifo ebigula siso. Iti ukuba igula sisifo esibi ingewatywe ingadliwa. Ukuba ibulawe yinyongo nezinye izifo ezingena ngozi (buhlungu) iyadliwa, Xa inkomo ite yangena endlwini kugula umtu, yafika yicama yenza ezonto iye ixhelwa, kutiwe uzakupile lomtu. Inkomo iyaxelwa xa umtu egula. Izizinyanya zamawabo awafayo.

47. Indlela zokuxela inkomo:- Ziliqela indlela zokuxela inkomo. Kuko ukuba ihlatywe emsundulweni, apa emva kwempondo, okanye ihlatywe epangweni ukuze ikale kutiweke licamagwelo. Umtu ongumxheli, uyonyulwa emzini, ibe ngumtu onesandla esihle ongapatyi mayeza. Inkomo ihlatywa ngomkonto, ebuhlanti.

57. 48. Inkomo ehlinzelwa isici:- Xa sukuba inkomo ihlinzelwa isici (isizatu) kubako impawu ezi qwalaselwayo enkomeni exilwayo. Iti ukubi ite yakuhiatywa yakala kwaziwe ukuba amawabo mtu ayayamkala. Okanye lowo ugulayo kutiwa wopila.

49. Ixesha lokunqunyulwa kweyo:- Inkomo inqunyulwa xa seyigqityi-we ukuhlinzwa.

50. Ifazi:- Igazi liyakongozelwa, aliyekwa libaleke nje limke. Kaloku kwensiwa ngalo ububende obuyele kunene.

51. Ukuhlinzwa kwenkomo:- Inkomo yakumiswa iyawelwa kwangoko ngamadoda ayihlinze, iseshushu. Inkomo ixhaxhwa nge zembe, okanye imix intsimbi eloletwa lomcimbi. Ixhaxhwa kwangulomtu unguhlabi wayo inkomo.

52. Indawo zenkomo:- Nazi indawo zenkomo ezizinyama ~~ix~~ lilunda, ipapu, amacongwane, intsonyama, unongena iqeba, amaroro, ~~x~~ isifuba, isibindi, isixanti, amatumbu, intloko, ulusu, umpunga, izintso, ~~x~~ injekte, undonci, ibele, ulwani, imbambo, imihlubulo, izintsu, imikomo, umqolo, imilenze, intamo, udakada, iswili, umzi, nesandlwane.

53. Indawo emazinikwe nokunganikwa abantu abatibe:- Abafazana abanikwa intloko, izintso, namanqina. Idliwa ngamadoda nabafazi /abadala.....

abadala (izalukazi) ulwimi lelomnini mzi kupela. Ilunda lelabatsha-na bomzi. Abantwana abazalwa zintombi zalomzi. Intamo yenkomo iya-xhaxhwa, ipekelwe abahlinzi namaswili. Uvalo yinyama yibandla (ama-pakati) ugemə yinyama yabafana (amatshantliziyo) Ezamakwenkwe nga-nacongwane, nondonci, nondluku kupela enkomeni. Isixanti yinyama yamakwenkwe. Ezabafazi ngumqolo, namatumbu, nolusu, nenjeke. Ama-doda ngokwesiko akazidli inyama zabafazi. Isifuba yinyama yamadoda

58. onke elali (ibandla). Intsonyama iti le yalomkono wenene ba yiyona iyakudliwa yintombi etombayo nodade wayo. Ayiyi ndlwini isuka ebu-hlanti iye kwantonjane exhonywe entla, xa engaka pekwa. Izintsu zona zabelwa abahlinzi. Imbambo yinyama yokojelwa amadoda nabafazi. Imikono nemilenze yinyama yomzi edliwa mva lusapo. Umkono wenxele xa sukuba iyinkomo yentonjane unikezelwa kwintombi eseyendile, siyi-tombile. Iqebe enkomeni lelomvaleli nkomo, umalysi. Amaroro akwa yinyama yomzi Ibele lelomnimzi.

54. Isabelo senkosı:- Indawo esiwa e Nkosini sisi xanti.

55. Indawo engadliwayo:- Akuko ndawo ingadliwayo enkomeni ngapandle kwe mpondo, nempupu, namatambo.

56. Amatambo:- Amatambo enkomo exhelwe nje nexhelelwie izidlo, ayalahlwa adliwe zizinja. Awenkomo yentonjane ayalahlwia nawo. Kodwa awenkomo yedini ayatshiswa. Izikumba ziyasukwa kwensiwe izikaka zaba fazi. Maxa wambi kwensiwa ingubo zokulala ngabawketa. Kungenjalo isikumba siyasukwa kumfana emtini kwensiwe intambo zokubopa inkabi. Umswane ucitwa esibayeni utshakazwe ugalelwie inyongo ukuze inkomo zingagxwali zakufikw kuwo. Inyongo yenkomu yedini kutatwa isixhobo siphetwe sifakwe sakoma esihlahleni, kulomtu wenzelwe idini. Kuyacanyagushwa. Inqu nyongo igalelwia esandlwaneni nasembindini kwabo bayitandayo.

57. Ubisi:- Inkomo zisengwa kabini ngemini, kusasa nangokuhlwa. Kudala bezikutshwa intlanzana, inkomo zivuke zityalwe, zibuye nge-ntlanzane zisengwe. Zisengwa ngabasengi, abelusi nokuba ngumninimzi Kusengelwa enkundleni. Inkomo iyabotshwa ngentambo yokusenga (isi-pantewuri) umsengi uvela ngasekunene kwenkomo atsale umbele atyo-

59. ntye amakwelo asengele etyngeni.

58. Itole:- Kuqale kunikelwe itole lanye, ize kwehlise imazi. Kuya-sengwa ke ukuse ngaxa limbi inkomo ihlalelwie umpihlulu. Luyikwe

/itole ligamze.....

s774

K11/40

itole ligamze ibuye ipinde yehlise. Xa inkomo ifihla kwenziwa kwa-lonto xa kusengwa umncinzela.

59. Xa kufe itole:- Ukuba itole lifile kutatwa isikumba esi setole simane simiswa pambi kwayo imazi le xa igudwayo, isengwe ke imihla le ngolohlobo. Abanye ke abayenzi lonto, basuke bayigude nje kungenziwa lonto.

60. Ixesha lokusenga:- Ixesha lokusenga yintlanzane emini enkulu, amanqina angemva ayabotshwa xa isengwayo kanti imazi elulamileyo ega-qeshekileyo ayibotshwa isengwa ze - intsengwane kazi ebanjwa ngopondo nebotshelwelwa emtini yinkomo emangalayo kuphela.

61. Into ekugalelwu kuyo intusi:- Ubusi belugalelwu ezimvabeni ku-dala. Koko ngoku kusetyenziswa amaselwa, aziseko imvaba ezo. Ubisi luyatiwa eselweni ngumsengi. Wona amakwenkwe anya izapolo kwalapo ebuhlanti.

62. Intusi kubahambi nabantu beminye imizi:- Abahambi nabantu beminye imizi abanikwa ubisi lwalapa. Abafazana abasandu kwenda abawadli amasi de babe badlisiwe amasi ngokwesiko lwesintu.

63. Ineko ezibanga intusi infadliwa:- Ubisi aludliwa namasi ngumtu obinqileyo xa aye enyangeni oko kukuti exesheni.

64. Ibokwe negusha:- Igusha ezikoyo ezizezabantu abamnyama zigusha zesi Xosa, ezirolofu. Zinentungo ezimhlope nobuso obukwanjalo obu-ngenaboya. Kute ke ukufika kwe Bunga kwadaleka uhlobo olutsha lwegu-sha, kuba kwatiwa masitenge inkunzi, zeBhunga ezimdaka uhlobo lwegusha.

60. olunkunzi zine miphato, uhlobo olunoboya obunzima nobunexabiso xa butengiswa. Ezigusha zirolofu zigusha ezazifunyenwe kwa ngo khokho betu. Zigusha zakwa Xosa. Ezike ze Bunga zona zize nomlungu, zivelz kumazwe aphesheya kolwandle. Ibokwe ezaziko kudala zimbuzi, zibokwe zakwa Xosa ezo. Zibokwe ezindletšana zitsolo, zipuni, zincinci. Ezinaye zingwevu luhlaza, ezinye zimhlope, zimnyama, zigwanqa, zingcita, nezimtendevu. Ezinye ibokwe ezikoyo zibokwe ekutiwa zezamaBulu, zinendlebe ezinkulu nazo zinkulu kunembuzi. Zazise namaBulu kwelakuk Kuko nezi kutiwa ngamaseyi - bokwe Ezizimpondo zincinci ziyonge pezu-lu. Zinoboya obude obumhlope qhwa obunomsebenzi omkulu wokwenza izinto ngezinto. Luhlobo lwe bokwe zase Lusutu olu. Zintle kakulu zaye zikwakulu kunembuzi. Zibokwe ezivelave Lundini eLusutu ezi. Igusha ezizzimazi ezesi Xosa zirolofu, zixakakazi. Inkunzi zona nama-

/kwangi.....

kwangi zinempondo ezigijeneyo. Ziko nezingkuva kuzo zombini ezi-  
ntlobo. Kuko igusha emnyama ehlalihlale ibeko ibenyemhlambini  
yigusha yokusebenza umzi le esebezenxa kuko amaggina. Kwezesi Lungu  
igusha zimdaka zifingene zine oli emdaka emzimbeni. Zinoboya obude  
obuqatalala. Ziyafana nezi zesiXhosa ngokumisa impondo. Ibokwe  
zonke zona ukumisa kwazo zidaliswe okwennyamakazi, impondo zaso zibe-  
ke pezulu. Amabala azo:- zeZimnyama, ezimhlope, ezigwangwa, ezinte-  
ndevu, ezingcita, ezingqoqo, ezingwemu-luhlaza. Akuko zibongo emaba-  
leni nasezimpondweni zebokwe negusha. Ezigusheni inkunzi etandwayo  
yemise kakuhle etsho ngempondo ezijikololo kuba ilwa kakuhle. Engqu-  
kuva noko ayitandwa kakulu. Ezibokweni ziyafana ngokumisa umtu usuke  
ayitande xa ibonakalisa ubuhle nje. Igusha emnyama iyatandwa, kuba  
inqabile, yigusha yokugcina umzi leyo, xa kubetelelwayo kuxhelwa yona  
61. Igusha nokuba yibokwe osukuba ungayitandi uyayixela uyidle. Abantu  
ngalamaxesha entengiso yoboya sebezama ukufuya igusha zoboya - ezi  
zeBunga. Bezamala ukuba bafuye uhlobo olunye lwegusha. Igusha ziya-  
nonjolwa ngentsimbi enegama lomtu ongunininiyo. Ibokwe zona azino-  
njolwa kutenjelwa elupawini olusendlebeni nasekuzazini amabala azo.  
Impawu ezenziwayo ezegusheni nasezibokweni zizikeyi, nenkonjane, noku-  
candwa-kwendlebe, nokunqunyulwa, nokurazulwa, nokugqojozwa. Ziranzu-  
lwa ngesitshetshe zonke ezimpawu umtu ngaminye onemfuyo uba no pawu  
lake. Ukuba impahla (ibokwe) nokuba (zigusha) iyatshintsiswa okanye  
iyatengiswa ihamba nolopawu lomnini wayo aze lowo uyi tengileyo enze  
olwake upawu ecaleni kolupawu seluko. Kuba oluva pawu lwalowa bubu-  
ngqina bokuba uyitenge kulowa mtu. Ibokwe ziyatiyiva ngamakwenkwe.  
Zitiywa ngokwe ndalo yazo. Kuko uMbele Mkulu, uSoliqhashu, uNoti,  
uNtamimnyama, uNgwewukazi, uNomaweles, uSolipinki. Ezigusheni kubako  
uGushuboya, uGabadini, uXhumayo, uNomboniso, uHamile, uMbelebokwe,  
namanye amaganyana amakwenkwe.

Ubuninizo, ibokwe negusha: Ibokwe negusha zeZomninini yedwa,  
kanti ke uba unamtu ampawuleleyo nokuba kukonyana apa okanye umfazi  
ezo ziba zeZalowo upawulelwego. Umhlolo kazi uba nayo impahla xa egci  
ne impahla yobulunga, impahla eze nazo kowabo ezipiwe nguyise mhila  
endayo, umtu ongatshatanga uyazifuya igusha nebokwe xa ezifumene ngo-  
kuzisebenzela nokuzi pawulelwego. Umtwana uba nayo impahla xa ayipawu-  
lelwego nguyise. Ibokwe zizilwanyana zokunqula izinyanya, kusetye-  
/nziswa. ....

s774

K11 / 40

- nziswa ibokwe emhlope xa kubingelelwa kusenziwa idini igusha emnyama
62. isetyenziswa xa kulungiswa umzi ngamaxwele. Igusha nebokwe ziyaxelwa xa kuko izidlo ezinje ngemitshato ~~ma~~ nezinye izisusa. Ingubo zokulala ziyanziwa ngemfele zegusha, nezama seyibokwe. Azisetyenziswa kungcawbeni umninizo. Impahla ipatwa ngokufanayo yonke. Eyokwenza idini noko yona iba nendawo yokuhlonitshwa kwezinye apa.

Ukudlisa nokwalusa edlelwani:- Indawo efanalekileyo ukudlisa ibokwe yindawo enezinga namatyolo, nezigxa. Iyakwazi ibokwe ukuanganca nasemaweni isitya eyonanca ininandi, namaggabi emit. Igusha yona ilunga kakulu eSandleni apo inca imfutshane itambileyo. Kufuneka amanzi abalekayo okokuba zisele impahla ukuze ~~cityebe~~. Izinto ezi tyiwayo zibokwe ngamaggabi emit nengca yesandle kuzo negusha. Irasi yinto elungisa igazi lempahla. Zezona zinto ~~menza~~ impahla ibentle ezi. Inca enetyefu ngumncwane, nomgilane. Igusha iti xa itye umgilane ife ngoko. Xa itye umncwane iba nenyongo, Impahla ikutshwa emini kwakupela umbete, yaluswe endle imini yonke, ibuye ukumka kwelanga ukuza kuvaluelwa esibayeni. Zilala apo esibayeni kuba kuko odyakalashe paya endle into ke ezo ezinengozi. Zisuva emanzini emini emaqanda. Zisezwa nokuba kukabini, ziyaqutywa ziyekwe nje kufupi nomlambo, iti enxaniweyo iselete. Igusha nebokwe zihlala apa ekaya, zilale esibayeni. Otandayo impahla, nokuba yinxeny, uyihlalisa ematanga. Abantu aba sematanga bamana betshintshisana bezakutata ukutya emakaya besiya nako ematanga. Bayalusa konwatyiwe kubetwe ~~mm~~ ntinti, nongcaka, kuphotwa amakwenkwe, aqawulwe nokuqawulwa kufahlwa usinga lwempukane yonke imidlalo nokuzingela inyamakazi nentaka. Kuyaqujwa kufundwe ukudada, ku63. betwe uvenge nogwali. Kuhlala kuhlala kuxelwe xa umnini mpahla abapileyo naxa kuko efileyo kutyiwe kube yinto emnandi. Kuhlalwa nemvaba namaselwa. Amakwenkwe nabafana, namadoda bonke bayalusa bamane betshintshisana. Xa beyile bahlala inyanga ezimbimi nezintatu baze batshintshane emva kweletuba. Xa amakwenkwe esalusa abetu ngcaka iti edliweyo iyokunqanda. Iti leyo idliweyo inqande qo, kanti ukuba ayivumi kuya kunganda yogxizwa. Kudlalwa:- uNgcaka, uTinti, nosinga lwempukane, nokutiyyisela intaka ngezigu, nezabata, nentolo nezagweba nentsawuli yodongwe. Kuyafundiswana izinto ngezinto ezinje ngo kutila, ukucana ngo tshawulo, ngesagweba, nokudada ezizibeni, nokwaluse nokubeta utinti nokuxonxa inkomo nabantu namahashe omdongwe nezinye ezinjalo.

/Isibaya.....

Isibaya:- Isibaya segusha nebokwe senziwa ecaleni kwenekomo apa ekaya, senziwa ngamahlahla nezinti ezigxunyekwa pantsi kubiywe ukuze kusite. Isango livalwa ngemivalo yomti eti ifakwe apa emaxhantihi inqanyulezwe. Xa kunyangwa isibaya kuyabetelelwa ~~ma~~ kuqunyiswe xa kuko izinto ezihambayo ebuhlanti apa.

Imitelo yokuzipata izibaya pakati:- Akungeni wonke umtu esibayeni. Ababhinqileyo abangeni mpela esibayeni ngapandle komtu oselemdala oselefana nabantu basekayapa. Umtu womnye umzi akafumani aske acame iye esibayeni somnye umzi. Nqu ukungena esibayeni somnye umzi asinto yenziwayo ngapandle koba umnininizi uko okanye nguye ute makangene. Kusengelwa esibayeni pakati. Xa kuko exhelwayo ixhelelwa esibayeni kungenjalo enkundleni uniswane ucitwe enkundleni.

Amadoda ahlanganelo enkundleni ukuze angene ngapakati akuba ebi-zwe ngumnini-mzi. Ngamakwenkwe alomzi angenayo ebuhlanti. Intombi azingeni zona.

64. Ukuzala, ukufuya:- Inkunzi zokuzeka igusha nebokwe ziya ketwa. Kubekwa ezintle ezoti zenze amatole amahle. Ezimbi ziyatemwa ngokwesi Xosa ngemela. Kuko ingcibi ekutiwa iyatena elalini. Ukubeka inkunzi umtu ubeka nokuba zinga pina ngokobukulu bomhlambi lowo. Inkunzi enye iyabekwa iwulingene umhlambi lowo xa ungemkulu gqita. Inkunzi ezipindayo ziyatenwa zibe ngama kwangi nje. Imazi zegusha nebokwe ziyasiwa ezinkunzini zomtu onenkunzi ziye kukweliswa lonto ayina ngqeshiso, ngokwesi Xosa. Akuvolwa mali yangqesho, kukula maxesha angoku ekwafika ~~ma~~ ubulumko bokuba kuqeshiselwane, isiko lesi Lungu ke elo. Xa use impahla ezimazi iyekuzekiswa emzini amatikane angawako onke akuko nto iti umnini nkunzi makazuze itikane ngakuba inkunzi ibe iyeyake. Xa impahla mfutshane imiti ibonwa ngokuhlakaza nokuba isisu sibe yimburuma nebele livele iqale ifake imazi, icace ukuba imiti. Impahla emitayo ayinyangwa, Ewe yona ipatwa ngenyameko ingaleqwa ngamakwenkwe ayiqhubayo. Ayiketwa impahla emitayo iyekwa kunye emhlambini kuba ayinako ukupindwa zinkunzi, kuba ziyayazi imazi xa imitiyo. Ixesha lokuzala kwempahla liyaziwa kuyaziwa ukube xa zikwe-lwe ~~ma~~ ngexesha elitile, zozala ngexesha elitile. Igusha nokuba yibhokwe exatyiwcyo iya ncetwa ngokuti irolelwe ngumtu olicule lalont Lento yokurolela impahla yinto efundwayo ngumtu abe licule layo elitshatsheleyo. Amacule ke ayacelwa xa kuko isilo esixa tyelweyo  
*/besizala.....*

besizala. Liko iyeza lokunyanga impahla ukuba yande. Ibokwe negusha asinto ifumana ibonise ubudlolo. Xa ke seyidlolile iye isezwe imiselwe ingaxhelwa, Igusha engekazali kutiwa litokazi xa izele kanye lizibulekazi kabini, yimazi emasu mabini, katatu, yemazu matatu njalo njalo. Amatakane amancinci asandukuzalwa ayaqunyiselwa ngeyeza ukuba angabi namkondo. Aya kunyiswa futi ngoku kwamatole enkomo ukuze

65. atsheke akupe amasi amadala esiswini. Amatakane ayaketwa ahiale esibayeni xa onina baye odlelwani. Avulelwe kwaku fika onina ukutshona kwelanga. Xa emadala amatikane ayaluswa yenze yamakwenkwana lamancinci, ayanqandwa angayi kusela amanzi ngokugqitileyo. Ayaluswa odwa amatikane.

Inqeqesho, Ukwaluswa, nokutenwa:- Inkabi zebokwe nezegusha ziyaqeleshwa ngamakwenkwe ekubeni zibe nokukwelwa nje ngamaqegu. Azikwelwa ngabantu abadala, yinto nje eyenziwa ngabalusi leyo paya endle. Into equelekileyo ezigusheni yimikhaza. Le mikhaza iyasuswa apa emzimbeni wempahla ngesandla. Ayitanjiswa nto zaye zingosulwa konke. Impahla emfutshane ayinama tile-tile onziwayo ezimpondweni apa. Impahla ezinkunzi ziyatenwa xa zingazikubekwa zitenwa xa se ziselekwelwa seziyintanga ezakukwela ezimamini. Kutenwa ezimbi, nezingafanelanga bunkunzi. Ezirolofu, nezizizilima nezimfutshane azingati zidala impahla eziboki emfutshane. Indlela zokutena zimbini. Eyetu ~~yle~~ yokutena ngesitshtshe. Kubako incibi ke kwa Xosa ezingabateni ngokungakumbi ezimkomeni. Nasezibokweni negusha zika phofu incibi.

Izifo amayeza nobuggi:- Izifo kwimpahlemfutshane ~~ezinamagama~~ yinyongo nebula, umgilane, umkondo. Ibokwe ayifana ife, ayifane ingenwe ngumgilane nebula. Ibula leezigusheni ibangwa kukubalela kwelanga. Inyongo ibangwa luhlaza no kuncwane uze umkondo udaleke kukuti impahla ikutshwe kwakusasa itsibe imikondo yezinto ezimbi. Umgilane sisifo esipuma emasimini eziti xa ziwytyileyo igusha zife. Ibokwe zona azibinanto xa zitye lomti. Inzenge idalwa yinqina xa kubalele komile. Inzenge nebula iya pela xa ite yana imvula. Umgilane kukiwa umgilane ngokwawo ukandwe zisezwe igusha kanti ke azuba sengenwa seso sifo ~~sezitofekile~~. Inyongo nomkondo zinyangwa ngeyeza lazo. Inyongo ngelenyongo nomkondo ngelomkondo. Impahla xa yapuki-leyo iyabotshwa. Kudityaniswa amahlanga ibotshwe, ihlatyelwe kulo ndawo yapuke kuyo.

/Ukuxela.....

Ukuxela:- Igusha nebokwe zixeletwa ukudliwa inyama nje xa kufike umtu ozalana naye, umbuke ngo kupalaza igazi. Ibokwe emhlope ixhelwa ukunqula iminyanya noku kanyise amayeza. Iyaxelwa impahla xa kuko izidlo ezinje ngemitsato, intonjane, imitshiliso yabawkweta, nenzila njalo njalo. Xa igula iya nqunyulwa ingazifeli, iti ukuba igula yinyongo nezifo ezingabulaliyo iyewe inyama yay. Ukuba ite yahlola kakubi impahla iyaxelwa okanye ukuba yenkonzi itenwe. Igusha xa ixhelwa nqunyulwa umqala Nebokwe yenziwa njalo, zixeletwa esibayeni, ngemela uko umtu ongumhlinzi, umtu ongalo intle ongena buhlungu, ongapati mayeza. Xa kwensiwa idini ibokwe ihlatywa ngomkonto esiswini ukuze ikale isidala. Xa ihlatywayo ibokwe kusensiwa idini ukukala oku kwayo, kuyaqwalaselwa. Kuye kutiwe, "Camagu" kuqondwe ukuba izinyanya zizakuva zigcobe. Umgala lowayo uyanqunyulwa. Igazi liya kongozelwa lipiwe izinja, ali yekwa libaleke nje nanjanina. Isilwanyana eso sixelwayo sihlinza kangoko sise shushu. Ngumhlinzi umtu oyi qangqululayo bokwe nokuba yigusha ngesitshetshe, nezambe ukuba imela iyoyiswa. Amagama enyama yegusha liqeba, ibele, imikono yombini, imilenze yomibini, imbambo zamacala omabini, izintso, imipunga, intliziyo, isibindi, umbizo, iswili, injek, isandlwane, umzi, amatumbu, undonci, ubobosi, ulusu, amanqina, intloko, intamo, umqolo, udakada. Iqeba lelomhlinzi nebele.

67.

Imikono nemilenze yeyamadoda, kwa nembambo. Izintso yinyama yexewukazi nomqolo. Intamo yeyamakwenkwe namanqina. Intloko yeomnininizi. Injek, amatumbu, nolusu zezabafazi. Izibindi nentliziyez sendoda kwa nomhlehllo. Undonci nondluku, nodakada ngowama kwenkwe. Isandlwane sesonininimzi. Iswili lelamakwenkwe lona. Kwezi zamakwenkwe inyama ondonci noda kada, namanqina intamo esinyama zidliwa nguwonke wonke kuba sisigxina emakwenkweni.

Yinyama yawo yesidalo. Ibele lityiwa ngumhlinzi - yinyama yake engatyiwayo ngabafazi, nje ngokuba intloko, isandlwane bengasondeli kuzo abafazi. Izintso azidliwa ngabantu abancinci kuba baseza kuzala Kuyinkolo ke ukuba umtu xa atye intso emncinci wozala abantwana abanqayi. Yiyo lento ke zidliwa ngabantu abangasazaliyo ezinyama zinje ngezintso. Amatumbu nenjek zinyama zabasetyini azityiwa ngabantu abangamakwenkwe kuba yinkolo ukuba umtu oseza kwaluka makangazi tyi kuba woti xa alukayo akatazeke. Egusheni nase bokweni akuko /nyama.....

nyama ma lsive komkulu kuxa iyinkomo ekuti kwakuxilwa kusiwe isixanti komkulu. Akuko ndawo ingadliwayo ngapandle kwempondo nempupu. Amatambo ngala ahlezwayo kwa Xosa. Inyongo yile igalelwa esandlwaneni somnini mzi. Yonke indawo eyeyenye iyadliwa ngapandle komswane, kuba negazi liyadliwa ububende kaloku obuya bakwantu mandulo. Budityansiwa nomhlehlo, namatumbu, kwa nolusu. Isikumba segusha siyatengiswa kungenjalo sisukwe senziwe ingubo yegusha esetyenziswa ngamakwenkwe,

68. abakweta etontweni kwa nosapo ngokubanzi. Esebokwe siya sukwa senziwa imbeleko esetyenziswa ngumfazi xa asefukwini. Senziwa ityeba lokubinqa esinqeni nokubopa isinyenye. Sikwenziwa notwatwa lokutunga izinto ezi funa ukutungwa. Naso sibesensiwe izikaka ezinxitywa ngabafazi emidudweni. Amatambo wona ayakukuzwa, alahlwe ezinjeni zidle. Maxa wambi xa kubingelelwa ngebokwe amatambo ayatshiswa kuba umsi kufuneka unyuke ubheke kuzinyanya zomzi njengokuba ke sekutshiwo umswane uyalahlwa paya ebuhlanti. Inyongo igalelwa esandlwaneni ukuze sibemnandi xa sojiweyo.

Upisi:- Impahla emfutshane isengwa kusasa kodwa, kanti ke xa ikufupi, kufuneka ubisi lweti ngokukawuleza (kwezimini ke Zeti) ziyanjwa ngamakwenkwe angabeluso kusengelwa esibayeni, enye inkwenkwe iyibambe ezimpondweni, enye isenge itsale imibile kuphume ubisi. Itikane egusheni nasebokweni aliyekwa like lanye njengase nkomeni. Umsengi ungena asenge amane etwibira igusha ebeleni apa ukuba yehli-se. Ukuba itikane lifile kutiwa isisigudu igudwe ngapandle kwetakane Kusengwa kusasaqa. Imilenze ayibotshwa egusheni nasebokweni. Ibokwe ibanjwa ngempondo. Ubisi lutija emaselweni nokuba kusezimvaleni kulowo utandayo. Ubisi ludityaniswa nomngqumshelo. Akuko zapolo egusheni, popu bona abantwana bayareza paya ezibokweni banye izapolo. Amasi omzi ayanikwa abantu abangabahambi. Abatshakazi bayanikwa amasi, kodwa xa isiko lokudliwa amasi lingke nziwa kuye, akawatyi amasi. Amasi la nawa ntoni na akadliwa ngumtu xa ezilile, omo ukuti xa umfazi nokuba yintombi iye enyangeni.

65. Inkuku:- Inkuku zintaka zendada zase Indiya zeza nabeLungu kweliletu, sazitata nati sazifuya. Inkuku ezaziwayo nazi:- Ngonomngcekulana, otwenye, obatata, onqalintloko, onontsasela, nezize Bunga zinjenge legoni ne ophingitonni nezinye.

67. Ukulunga kwazo:- Zilungile inkuku kuba inyama yazo iyatyiwa /aye namaqanda.....

aye namaqanda azo ayadliwa ngamadoda. Inyama yenkuu ayidliwa ngabafazana nentombi ngokwesiko lakwaXosa. Umtu ubeyidla akufumana umtwana inyama yenkuu.

68. Amaqanda:- Amaqanda enkuu ayadliwa kodwa zona intombi aziwatyi nabafazi abasebancinci kuba uyahlonipa, kwaye iqanda litandisa amadoda.

69. Izindlu zenkuu:- Inkuku ziyakelwa izindlu zazo, zenziwa ngezinti ezigxunyekwa pantsi. Upahla lwenziwa ngenca lufuluelwe, okanye kubekwe ikala pezukwezinye izinti zopahla. Kanti ke nesoyi ezi ziylwe uza upahla kwangolo hlobo.

70. Ihagu:- Ihagu zeza namaJamani kwakunye namaBulu kweli ligwe. Zafika kunye nokufika kwezintlanga zikeliweyo. Ziko ezinto ezimlomo utsolo ekutiwa ngononko bongela olona hlobo kelabantu abamnyama isizalwane zengulube.

71. Ziyadliwana:- Ihagu ziyadliwa ngumtu wonke, akuko bantu bangazityiyo, ngaphandle kwezipata - imithi.

72. Izinja:- Izinja zizintlobo ngentlobo, ziko ezamaXosa ekutiwa ngamangesi, namatwina. Zikoke nezesilungu ezinje ngamabaku, nonomasinana, nengqeque nezinye ezavela pesheya zisiza nomLungu kwelilizwe. Ezi ke zakwa ntu zavela zafuywa ngabo kwakuce kudala.

73. Intlobo zezinja Nemisebenzi yazo:- Izinja zizintlobo ntlobo kwanje ngokuba nemisebenzi eziyenzayo ingafani.

74. Amangesi:- Amangesi la wona kwa Xosa zizinja zentambo, izinja eziti xa kuzingelwayo zinxitywe intambo entanyeni, zize ziti xa ite yavuka inyamakazi zikululwe zifunzwe zisukele ke. Ingqeque zona umsebenzi wazo kukulanda umkondo wenyamakazi nokungena eningxunyeni ikupe inyamakazi leyo. Amabaku wona akwalanda umkondo wenyamakazi. Ezinye zizinja zokugcina umzi, ukuwukusela xa kulelweyo ebusuku, zigcina ngokuti zikonkote kungezi zigebinga namasela emzini.

75. Izinja zitiywa ngoluhlobo:- Ngo Gquteza, uCatch-him, Sibaqondile, no Xalangu czakwaJulius Makalima. Ngu Matyalembambano, uNqwa nomkake, noVangomfazi ezika Davis Honono, uRaston, uRover noBobby ezika Mazantse Ccuwa ka Soga, ngu rangaye noBulu noNgqabe, noNgqoqo noKheli, noFayire, noDomboti noRastafane namanye.

76. Ukucekiswa neXabiso lezinja:- Izinja kwaXosa ziyatandwa naxa zibetwa ukuqeleshwa, ziqeleshwa ukuba zigcine umzi zihlale pandla /77. Ukunyangwa.....

77. Ukunyangwa uba zovikeke:- Izinja ziyahlutshezwa ukuze zikalipe nokuzenza zilume, nokuzanza zibaleke xa zisukela inyamakazi. Ukuzenza zikalipa zihlutshezula nge ramba lamanyi, ngesapompolo kwa nange sigcawu sendiela. Ukuzenza zibaleke zifakwa umcitiso ukuzenza zingabinapika xa zisukela inyamakazi.
78. Into eyenziwa kwinjana:- Injana ziyatenwa ngapandle kokuba umtu ufunsa ukuyibeka injia yake ibeyinkunzi.
79. Izinja kwaXosa:- Izinja tina kwaXosa, ziyapisa azitengisi. Umtu usuke ayiqashe isencinci kanti woti yakukula ayitate.
80. Ikati:- Ikati zizilwanyana ezeza nomLungu kweli lizwe ukufika kwabantu kwelilizwe. Zisebenza ukubulala impuku kwanenyoka endlini. Ziyatandwa kakulu kuba asinanto inankatazo ikati.
81. Ezinye izizalwane:- Kwa Xosa izilwanyana ezinje nge ngada, ne-  
71. mbila nezinye azifupwe kuba zingasuke zivukwe bubulwanyana zibulale impahla enje ngenku nezinye. Amaqabane kwaXosa akeko.

#### 6. Uzingelo nokutiya (Inghina).

1. Ukuzingela:- Izillwanyana, zazizingelwa zonke. Kwakungeko nasi-nye esingazingelwayo ngamaxosa. Into ekoyo ezinye bezingatyiwa ngokwesiko.
2. Izilwanyana ezazizingelwa:- Izilwanyana ezazi zingelwa kudala ngamaputi ne mbabala, ingonyana, ingwe; imihlangala, imivundla, noholweni, impunzi namabhenza, inywagi, arahodi, amagqwalashu namaqa-q-a imfene nenkawu, odyakalashe nencuka, intini, nengwenya, indlovu, amaqwara, amabadi, ingada, incanda kwanezinye ke.
3. Izilwanyana ezityiwayo nezingatyiwayo:- Iputi liyatyiwa nembabala, nengwe, umhlangala, nomvundla, uholweni, impunzi, nebenxa, ✕ inywagi, ihodi, igqwalashu negaqa imfene, nenkawu, udyakalashe, nencuka, intini, imbila, ibadi, ingada, incanda.

Isikumba septti nesembabala kwenziwa ngazo utwatwa. Ingonyama ayityiwa, kwenziwa ngayo amasiko esixosa anje ngokumisela abafazi. Isikumba sengwe sitwalwa ngamaggira. Kwenziwe izidlokolo nengubo. Isikumba somhlangala senza iminqwazi yamagqira esintu. Esempunzi isikumba senza umnweba wenkosikazi. Impondo zempunzi neze mbabala zisetyenziswa ngamaxwele enze impondo zamayeza awo. Esenywagi senza ingxowa yokutshayela. Isikumba segqwalashu senza ingxowa namanquma kumakwenkwe.

/Izikumba.....

Izikumba zenkawu nemfene kwenziwa ngazo ingxowa yokutshayela.

Umnqwazi wesanuse wenziwa kwange sikumba semfene esisukiweyo kwane senkawu ngokunjalo nesika dyakalashe. Esencuka senziwa ingubo. Isikumba sentini sinolusu kakulu, sitengiswa kute lungu. Esebadi isi-

72. kumba senza entle kunene ingubo yabanumzana. Intsiba zencanda kwenziwa ngazo intsiba zokubala kulama xesha okubala. Imvubu nayo iya-zingelwa kwenziwa ngesikumba sayo imvubu yokukwela amahashe njalo njalo. Indlovu zona zizingeletwa ukwenza imixaka enxitywa ngabanzana izityebi ezi nenkomo noNkosi.

4. Udumo okanye igama elilodiwa:- Ungeva kukalwa ngokuba emzini kuko inyawo lemfene. Lento ke iteta ukuba umtakati uyafika kulomzi kwakuhlwa. Imfeni ikwelwa ngamadoda atakatayo, angcipule kwakuhlwa ehamba emzini ngenjongo zobugqwira. Indlovu yaziwa ngokuba ngukumkani wazo zonke izilo, kuba akuko silo singangayo ngokuba namandla. Ungeva kukalwa ngendlovenomxaka, nendlovu edla igoduka. Nondlovu zidle kaya ngokuswelu malusi. Yonke ke lento ibalisa ubukulu noko-meleta kwendlovu le. Nololiwe bayema yakuma ngapambili. Umvundla kutiwa ngu Nogwaja. Iqwara lona alinazibongo zizezalo kodwa xa kutiya izigu ngamakwenkwe ungeva kusitiwa nguJujuju umaqwarandaka, udubula ngenyeke etafileni kutsho kutake ishumi lesheleni, kwanezi-nye izibongo ezintapane. Iqaqa liyabongwa ngoka Mqayi uSikyena uti "Iqaqa liqikaqikeka eqaqaqeni, liqotekumqonqo, aqawuke amaqosha emqaleni" Uyahambisa ke yena ati "Nankuqaqa eqhiwula umqoqwa njalo

5. Ulwazi lwabazingeli:- Abazingeli banolwazi ngenyamakazi kuba basoloko behamba emva ku azo, njengo kuba abalus, bempahla bezilande la impahla, bayalazi ixesha ezizala ngalo, neziyakusela ngalo, nezi-yakufuna ukutya ngalo, bayazi ukuba ezinye zizala entlakohlaza, ezi nyi ziyalala emini zipume ngokuhwa ukuya kufuna ukutya. Amazingela ayazi nokukala kwazo, ayazazi nokuba akaziboni axelete umtu ukuba ngudyakalashe lowo, yimfene leyo njalo, njalo. Ayazi ukuba ezinye ziya xhwitwa, ezinye ziyahlinzwa ngoku kwegusha. Indawo ebisilele kuyo isilwanyana umzingeli uyazazi. Kutiwa londawo sisikundla. Izingela lenene lona liyazi ukuba xa unento oyenzileyo esikundleni somvundla woti kokuba ubi use umkile ubi ubuyele kwakweso sikundla. Kude kubomwe ne nyawo apo bezihamba kona.

6. Uhlolo ekuzingelwa ngalo:- Ingqina izintlobo ezimbini, iko le

/kutiwa.....

kutiwa lipulo ekuti kanti kwakugqitywa intsku okanye icawe okanye nenyanga eziliqela, kungabuywa kuzingelwa. Kubako mfo kabani mnye ufunu ingqina oti akuba ecelile enkosini atume izijoli nokuba zibini ukuba zimeme ingqina. Ingqina ke ababafo xa beyimema bofika bofika emzini bat i qikili ngemihlane esangweni lobuhlanti. Sekusaziwake ukuba ke ukuba abo bamema ingqina ngokwenjenjalo. Amadoda ke obuza ihlati ekuya kuzingelwa kulo nomhla okuya kuyiwa ngawo. Luti lakufika ke olosuku kuhanjwe yinto eninzi yabafana nemadoda asele buqina, namakwenkwe, kupetwe iminqayi nezagweba kuti ke okute kwabulawa zizinja nangokubetwa, kutyiwe kwakubuyelwa esikundleni. Londawo ke kulalwa kuyo ikhuselwe ngemiti ematyolweni. Uhlobo lwesibini ke lokuzingela kukuti kupunywe ngaba zingeli, kanti akulalwa ndle, koti ukutshona kwelanga kubuywe kuze kuhlinzwa ixoba elo kutyiwe. Kuko ke abazingeli ekutiwa ngabangqawi. Abangqawi ke bona ngabantwabahamba nokuba mnye ehlatini nokuba babini, boti ke batiye imigibe nemitangala yamatye, benze nezinye ke indlela zokuba bazibabise bazitiyele ngokulula.

7. Izixobo ezisetyenziswayo:- Xa kuzingelwa kwa Xosa kupatwa iminqayi zigityiselwe ngayo inyama kazi okanye indoda iyiqubule isalele iyinqume iyibulale. Nalento yezagweba intsha. Kwa ngokunjalo amabhunguza, intolo, azaziwa nezapeta kwaXosa, yinto esetyenziswa ngaba Twanama Lawu.

8. Uzingelo:- Inqhina yinto ebingaketi bani, yinto yomtu wonke otandayo ukuya kuzingela. Wonke umtu otandayo ongelilo benqa ubesiti kwakuhiatywa umkosi wengqhina aqubule ezake naye atsho esiya. Ibenqa ke ngumtu ongenanto yokwenza nenqhina, ongafika yena enonopele impahle yake, namasimi, nemisebenzi yomzi wake xa kuyiwa enqhina. Pofu amasingela adumileyo wona yayingabantu abatile, nemizi etile, kuba ke nabo abazingeli, kuko ezona ncutshe kubo, bengalingani ngamava nobucule.

9. Abantu abatata inxaxeba ekuzingeleni:- Inghina ibiyinto yomzi ngokubanzi, kupunywa sisizwe sonke yakuba imenyiwe. Ubungafike ubone inyambalala yamadoda, amanye enxule izinja paya ngemva elalele inyama-kazi eziphumayo kwestya siqhu singapambili sabazingeli. Amadoda nabafana namakwenkwe ngawo abantu abahamba enqhina.

10. Ixesha amakwenkwe agala ngalo ukuzingela:- Amakwenkwe ebeqala ukuhamba enqhina neti nje aqine abenako ukuba angabaleka ~~m~~ imini yonke /emva kwazo.....

emva kwazo engadinwa. Ebuntangeni ebeshiyana kanti ikakulu kuqalela kwaselesalusa inkomo aselomelele ngokwaneleyo.

11. Imvume yenkosи:- Ka kuzakuzingelwa bekuqalwa enkosini, ibe yiyo ke evumayo ukuba kuzingelwe. Kuba umhlaba upetwe yiyo ngokupeleleyo.

12. Ukubulawa kwazo ngapandle kwemvume:- Akuko mtu ubezingela angacelanga, kanti ukuba umtu ubone selicanda enkundleni nokuba kuselalini ubesuka aposwe isigweba nokuba akachelanga mvume ayibulale, kanti lonto kudala ibinge lilo tyala.

13. Inkosi imema inghina:- Inkosi nayo xa itanda ibiyicela inqhina amadoda aphume kwanje ngesiqelo Ikakulu inqhina ebimenywa yinkosi xa

75. ifuna ingubo yenyamakazi. Kaloku ingubo yengwe neyehlozi zingubo ezazisembatwa yi nkosi. Ziti zakuba ndala zambulelwe amapakati apambili, ibe ke yona ifumene umnweba omtsha wengwe njalo njalo.

14. Xa kusiyiwa enghina:- Ibingelonyanzelo into yokuya enghina, bekusiya abo bafunayo bangengawo mabenqa nenkosi ibisuka ibiza lowo uyinkokeli yenqhina ize ibe nguye oqhuba lomCumbi nje ngesiqelc.

15. Abantu abaya enghina:- Abantu bebenganyangwa xa baya enghina kubo noko ingoko indaba yamaxwele ibingekabi ngaka. Into ebisenziwa bekubako nkazana itile eti indoda iyipatele izixobo nezirweqe zayo kanti ke lomfo wokolelwa ukuba xa ezinikezelwe yilontoka zi ezizixobo woba netanisanqa lokucana paya enghina yinkolo yamaxosa ke leyo. Ebeko amatola amaggira omkosi abenyanga amadoda omkosi xa azakupuma ukuya emkosini kwanezikali zavo.

16. Xa kupunyiwe ipulo:- Xa kupunyiwe ipulo bekuhlungwana payo esikundi leni kupakame indoda ibenye iwahlulahlule amabuto ngoluhlobo. Amatile alihlelo lasekunene, kulandele amatile namatile, kanti ke korozwa ngoluhlobo kude kuyephi, kude kuyekwe mhla kugodukwayo. Icalalasekohlo kutiwa ngu Khohlo. Elase kunene kutiwa nguNene. Ukuba kwenzekile uba unenelo osale kukohlo ngokuti umhlaba utambeke, ukuhlo abe kwicala elipezulu kokwaza kutiwe "Makalale ukohlo" ahambe ke yena unene kude kulungelelwane kubekutiwe ke "makavuke ukohlo" Kupakanywe ke kweocala kuzingelwe kwanje nganga pambili. Wonke umtu ube bulusha ukuvusa inyamakazi, kanti nanopina umtu woyigabela, ayibulale yakuvuka ngakuye.

17. Usizo nesizatu sokuzingela esizweni:- Inqhina yesizwe ibisenziwa abazingeli ngokwabo kuba inyama ibidliwa kwangabo paya endle.

76. Ukuba kuse pulo, ityelwe emakaya ukuba yinqhina nje, kota ke xa kuko isikumba sengwe sisiwe komkulu enkosini sona. Ukuba kubulewe impofu-isifuba sayo besisiwa kwasenkosini naso, kuba yinyama yakomkulu. Eyon na nto kanye bekuzingelelwa yona kukufumana udumo lokuchana ngokubinze ngomkonto Indoda. Ewe nenyama ibisesinye isizatu kanti ke pofu lento ibitatwa njengomdlalo nemfundiso elusatsheni apo indoda iziqonda kona ukukalipa nobudoda bayo namandla.
18. Isalatiso nendlela eyondwa ebekusetyenziswa yona:- Kaloku kwakutetwa ngendlela yase nqhina paya. Umtu ubengabizwa ngagama ehlatini paya, ubungeva kusitiwa "Lawu ndini" ngomnye komnye. Kwicala lase kohlo bekusitiwa kuse kohlo, elase kunene beku sitiwa kusenene, njenqokuba kuzingelwa. Xa kuzi ngelwa bekurozwa uludwe ehlatini.
19. Ixesha ebelitatwa enqhina:- Inqhina ibitata imini yonke, kuti ukutshona kwelanga kugodukwe ukuya kuhlinza ixoba elo. Iphulo lona bekuhlaliwa endle nokuba yicawe yonke, okanye inyanga, okanye iqela lenyanga kutyelwa kona. Bekubako nabazazana nentombi yokupeka logama kuyiwe kuzingelwa emini apa. Koti ke kwakubuywa enqhina, ezintokazi, zipakele amadoda la kutyiwe. Nazo zilala kwalapo, kodwa zona zilala kwelazo icala, kuba amadoda akadibani nama nkozana xa esenqhina, kuba osuke abutuze enzakale. Woqonda uba beziko inkunzi zembabala, ingonyama, izingwe, nezinye ezifuna indoda ilumke, ikalape kanjalo. Xa kuzingelwayo kunga funeki bubhutyu - bhutyu ke apo. Maxa wambi bekude kulinywe paya endle, kuba kuhlaliwa ituba elide ≠ endle, kuvunwe kwa-kufika ituba lokuvuna.
77. 20. Into eyenziwa kwinyamakazi ebuleweyo:- Inyamakazi ebuleweyo, ibityiwa, yojiwe nokuba yopekwa. Bekuko amatuba ekuhlonyulewanayo, ati omnye kumninjyo "Kawundihlomlele mfondini". Woti ke lowo anatele Khepu nokuba ngumlenze. Lonyamakazi ke yotyiwa seyiseso sипу inendawo nokuba zindawo zayo ezingasekoyo kuyo.
21. Umohluli wayo nohlobo ahlula ngalo:- Inyamakazi ebuleweyo ibi qaqlwa ngumnini wayo, oko kuti ngulomtu ubeyibulele, okanye lowo ibi-banjwe yinjayake. Kuqale kukutshwe imilenze kuze ke kuggajuzwe apa esiswini, kukutshwe umbilini. Enyameni kutywa ngokulinganayo. Kupiwe amadoda amakulu amana ≠ ukupa abafana namaku enkwe Idliwa ngokufanayo inyama ngamadoda nongakange azingcle ufumana nje ngabanye nje bonke. Akuko nyamakazi kutiwa yeyenkosi, ngapandle kokuba isifuba /sempofu.....

sempofu sisabelo sakomkulu, ekutiwa xa ibuleweyo sisiwe komkulu sona enkosimi.

22. Into eyenziwa kwindoda ebuleleyi:- Indoda ebulele ihlozi nokuba yangonyama, ibi dunyiswa, yaziwe njengeka lipa elikulu kwaXosa. Iti ke xa ibulele ihlozi isikumba isise komkulu. Ingwenya yinto esiyoyika kakulu tina kuba kaloku yinto eti xa imgongile umtu ayé kuyo engazwa abe ubizelwe ke kwesosigatu. Akuko mtu ubesondela nokusondela kwisiziba esaziwa uba sinengwenya. Indoda ibisiti xa iza kuwela apo ipose ilitye isemganyana, ukuze ingwenye leyo iqwanyaze angabizwa umtu. Akuko bali lamtu waka wabulala ingwenya kwaXosa. Mayela nama-yeza akuko mayeza enziwayo ngezi zilo. Ngapande koba umtu uyatwasa nge ngwenya. Enye into ingonyama ibihlifi eza umtwana wenkosi kona ukuze oyikeke, ajonge angaqwanyazi, akalipe oyikeke kanjalo. Nengweabantu bayahlupeza ngayo.

78. 23. Izilwanyana ezingabulawayo:- Akuko silwanyana besingabulawa kwa Xosa. Yonke into esisilo ibiposwa umkonto nomnqayi ibulawe. Nezingatyiwayo bezibulawa, kanti ke sosuka siyekwe apo ehlatini eso singatyiwayo.

24. Izilwanyana ezibanjiwa zihleli:- Asinto ibiko ukuyibamba ihleli inyamakazi, kuba lento yokuzifuya ayaziwa kwaXosa.

25. Into eyenziwa kumtu owengakeleyo:- Ukuba umtu ulunywe yingonyama okanye esinge isilwanyana wenzakala, ubenyangwa ngeyeza lengozi, afakwe nobuhlungu, nezinye intlobo zamayeza esintu kwanemihlabelo, kanti ke lomfo wode apilele kulonto.

26. Into eyenziwa emva kwe nqhina:- Akuko nto ibisenziwa emva kwenqhina noba lipulo, bekusuke ibe ngulewo nalowo agoduke.

27. Inteto yase nqhina:- Ewe xa kuse pulo abazingeli abazincutshe, bebesiba nendlela ezitile zokuteta ezahlukileyo kwinteto yase kaya, njengokuba inteto yase sutwini ingafani neyase makaya nenyamakazi ezitile beziteketiswa ukubizwa njengokuba kuko onogwaja, kanti ke nguvundla lowo.

28. Indaba yamabhingga:- Lento ibaluleke kakulu xa umtu ezakuya ipulo okanye selekona apo. Aku funeki indoda idibane nenkazana, kwaye kungafuneki nokuba amabinqa azipate kakubi xa amadoda asenqhina.

29. Uzingelo olunengozi:- Xa amadoda epume inqhina kwindawo ezinengozi, kufuneka abafazi bangametshi, bazipate kakuhle de kuphele lonqhina.

/30. Izinyo.....

30. Izinyo lendlovu:- Izinyo lendlovu kaloku yinto ekwakusenziwa ngayo imixaka yezi uxiba mxaka inkosi, nawona angqwimdileyo amapakati
79. 1a. Ewe bekusananselwana kwangokunjalo ngamazinyo endlovu naxa owona msebenzi wawo ingulo wokwenza imixaka yenkosи.
31. Ixesha lenghina:- Inqhina ibiyinto ebi kolisa ukwensiwa ebusika nasekwindla xa kungeko msebenzi ungako wokwenza kumadoda. Nasehlotyen ni pofu beku kwazingelwa xa amadoda efuna, evunyelwe yinkosi.
32. Injongo yenqhina:- Inqhina ibisaziwa njenge Tuba lokonwaba, neloko lula imizimba kumadodana. Ibingumdlalo nje onemfundiso enkulu pakati kuba ukubinza ngomkonto ibiludumo njengokuba ukuchana ngompu iludumo kungesi. Inyama le yona yenyamakazi ibingeyiyo nto ipambili xa kuzingelwa. Eyona nto ibitsala wonke ubani ihibubucule bokuyiwisa iqinisile inyamakazi.
33. Invama yexoba:- Inyama yexoba elo ibityiwa ngoko yonke kungeko nyama iqwayitywa igcine lwe imihla ezayo.
34. Ukutiya:- Kuko abantu ekutiwa ukubizwa kwabo ngabanqhawi, ababantu bazingela bodwa ngelabo ixesha nangezabo indlela ezahlukileyo kweziya zabazingeli basenqhina nasephulo. Bahamba bezingela ngabanye nangabatini nangabatatu njalo njalo. Lendlela yokutiya ngemiseleenzulu yene yendlela zabo abazibulala ngayo inyamakazi ehlatini paya. Bomba umzele onzulu, bafake izinti zomtati ezitshwenwe zatsolo paya pakati zime ngobukali biyonge pezulu. Bazakuti ke baziqabe inyamakazi zide zifike kule misele igqunywe ngamanqwanqwe mencha, ukuze ingacaci kuzo zize zingene apo ke, zingaqondi nto, zihlatywe, zihlatywe zeziya zikonkwane zomtati zisemseleni, zife okanye zingxwelereke bade bafike bazibulale.
35. Abantu Abatiyayo:- Ewe lento yokutiya ibiyinto yabanhawi aba,
80. kuba bona bebehlala kwakwimizi yabo apa ehlatini. Eyona nto ke ipambili basebenza yona kukuzingela.
36. Indlela zokutiya:- Indlela zokutiya imigibe bezininzi zona Olokukuqala lolu seluxeliwe lemisele namanqwanqwa, nezinti zemitati eztso. Olunyeke ngumtangala wamatye abekwayo afaniswe neliwa. Imbila ke zoza, zicinga uba liliwa nje, zisuke ziwelwe ngalomaty, zitatwe sezifele apo ngulomfo. Zikoke nezapeta ebekutatwa umti omanzi omkulu ugqtyiwe, wenziwe isapeta, kuti pantsikwawo kubekwe lonto ityiwa yiny makazileyo. Yoti ke yona xa ityayo icukumise leya - sipuncuke /isapeta.....

isapeta ibetwe lolu lutu ying e inyamakazi ifele apo. Lento ibiyome-lele kangangokuba nomtu ebenokuti xa imbetile imtwale ajinge apo sele-funa ukuncedwa okanye ukufela apo. Enye ke indlela yokutiya sisigu esise Tyenziswa kakulu ezintakeni kwa nencembuetiwanca elutini olute-tu emasebeni omoti. Intakana ezincinci, omilonji, nozinchunchu zofika ziti nchu kulomti zibajiswe, ade afike umtiyi, isababazela apo inga-kwazi kusuka ayinqume.

37. Uhlobo lwemisele:- Uhlobo lwemisele lokweylelisala inyamakazi seluxelwe ngentla, nolwezinti ezibukali ezifakwa kulomisele. Nolwe-zigu luxeliwe. Oluhlobo lwezigu luyasetyenziswa kakulu yasezintakeni Kutatwa iminyiki ibotshelwe kuswazana ekutiwa yincukumiso, oluba ngapantsi kweli litye kutiwa sisigu limcaba. Isape la sona sidibanisa incukumiso ngomtyana, ukuze kuti apo ite yatsala la minyiki ipaya ibetwe sisapeta okanye iwelwe lela litye lisisigu intaka ife.

38. Umtu oye esigwini somnye:- Xa umtu ate waya esigwini somnye, ufana nesela. Inkwenkwe eyenza lonto yokuya kuba intaka nokuba zinya-ma kazi ezibajiswe sisigu sabanye, kutiwa iyanyiba yinto engapandle

81. kwesiko leyo. Xa ke ibanjwe inyibile iyohlwaywa ngamanye, okanye zohlutwe ezontaka okanye izihlawule ngezinye eyozibeta ngenye imini.

39. Ubaggi bokutintela umnyibi:- Kwakungeko bugqi banto bokwenza uba umnyibi lowo enzakaliswe kudala. Into ebisenziwa kukuzifihla intaka ezibajisiweyo, zimbelwe kwalapa ngasesigwini zitatwe xa kuwlwe yo sezininzi ukuya kojiwa emakaya.

40. Amacule okusinga inyosi:- Ayeko amacule okusinga inyosi kudala, njengokuba nanamhlanje eseke. Indoda ungafika imi ngasemaweni nase-hlatini isingile kanti ibone inyosi nokuba zinyosi yoti ke ngokuzijonga izibone apo ziyakungena kona. Yeti ke uba ifike zixakatile ibe seyipakula ubusi. Abapakuli bayazazi intlobo zenyosi ezinobusi nezi-nngenabusi ngokuzibona umbala lo wazo. Ezimnyama ezincinci zeke zitye-bile ngobusi.

41. Intlobo zokutiyela intaka:- Intaka ezi zitiyelwa ngendlela nge-ndlela ezininzi. Kuko ukuti xa inkwenkwe iyibonisele intaka isendlwi-ni, yenze izabata ngoboya betshoba lenkomo. Zibekwe ke apa emnyango wendlu yentaka, ukuze iti xa ingenayo nokuba kuxa ipumayo ibajiswe nokuba kusentanyeni, nokuba kusesingeni, nokuba kuse pikweni. Enye ke indlela kutatwa indembu incanyateliswe elutini olude luze ke lona /lubekwe.....

lubekwe emtini liti tu apa emtini wehlati. Yozake intaka iti ngcu kololuti kanti ke yose incamatela kulo ndembu. Umtyi afike se imana ipapazela apo ikoohlwe kukusuka. Ade ke ayibambe ayibulale ihleli apo.

### 7. Ukuloba.

1. Intlanzi:- Kwa Xosa noko lento iyintlanzi asinto ibe isaziwa ku-dala. Ibisaziwa njengento yamaLawu (Hottentots) abantu ke ababeye 82. babonakale beloba paya ezizibeni, kwakunye nabeLungu. Kungoku esekuko abantu abayi tyayo ngokuyi funda kwezintlanga zixeliweyo.
2. Intlobontlobo ezaziwayo nezityiwayo:- Ngoku ke kulamaxeshha sekuko inati, intlobô ezimbalwa esizaziyo zentlanzi ezinje ngempalanga, ne-zike zincinanana intlanzi, zinamatjana amancinci. Azikaziwa ngo-kubanzi nangoku kuba nokutalele ukuloba umtu, uyinto yentsini uve ku-tiwa, "EliLawu." Ka zibanjwa zitywa ngoluhlobo lakwamLungu lentonga enoCingo olufakwe umsundulo. Ke utandwa kakulu zintlanzi, eziti, ngo-kutsala wona, zingene ngentloko elucingweni olubukali, olugoso (hook) Umlobi ke uba selelutsala uluti olo (rod) aptame nayo isajubalaza, ayi-bulale ke.
3. Uhlobo ezigcinwa ngalo:- Asinto iqwayitwayo kumaXosa, lowo ungu-mlobi, uyipika ngoko nangoko, akufika ekaya, ityiwe ngabo bayityayo igqitywe. Ayigcinwa miqwayito.
4. Imimiselo eyenziwayo:- Xa kuza kuyiwa emlanjeni kuza kulotywa, akuko mimiselo, nazincukancu zanto zenziwayo. Zifana naxa kuyiwa enqhina nasephulo kwinyamakazi.

### 8. Ukutya.

1. Izityalo ezilinywayo:- Izilimo ezilinywayo:- Ngumbona, ngama-zimba, zimbotyi ekwakutiwa kudala zintatamba, umpumanto. Umpumanto, ikwaluhlobo lwembotyi ezazilinywa. Amatanga, ekutiwa ngosenza, nomxo-xozi, ekutiwa ngubece.
2. Indawo etyiwayo:- Into etyiwayo emboneni sesiqamo oko kukuti, inkozô ezi. Emazimbeni kudliwa inkozo izipuma entshatshobeni. Ezimbo tyni kudliwa inkozo. Ezinkozo zipuma emidumbini epuma ukuwa kwendya-83. tyambo. Nasalutangeni indawo etyiwayo lutanga, olupuma ukuwa kweblo (intyantyambo) umxoxozi wona ufana netanga.
3. Indlela zokulungiselela uba atyiwe:- Umbona uyasilwa kwensiwe ngomgubo wawo isonka, namarewu, notywala. Umbona uyenziwa imitombo yokwenza utywala. Xa eluhlaza uyasilwa, kwensiwe ngaye isigezenga, /okokukuti.....

s774

okokukuti isonka sombona oluhlaza (omtsha) Xa epekweyedwa umbona, kwenziwa ngaye inkobe, eziti xa zisiliwe zenze umpotulo ovutywa ngamas si ngelinye ixesha uyapekwa udityaniswe nembotyi wenze isopu. Ngeli-nye ixesha uyangquashwa upekwe udityaniswe nembotyi, wenze umngquasho.

Amazimba enza isidudu sokomulisa umdlezana Silungile isidudu samazimba kuntu osele iyeza lokuhambisa. Ayasilwa enze isonka, namarewu nemitombo, notywala kwanomnyakambulo (Isopu yamazimba nembotyi). Umbotyi ziyapekwa kunye nombona kwenziwa isopu okanye umngquasho. Ziyadiyaniswa netanga kwenziwe umxaxa ziyadityaniswa nentlama zenze isonka. Osenza bapekwa amaceba, umqa, nenxoxa kupela.

4. Indlela zokupeka:- Ewe indlela zokupeka zininzi kwaye zahlukahlukene.

5. Amagama okutya:- Emboneni ngumngquasho, nompokoqo, nomkupa, nesopu yimbila, namarewu, utywala, inkobe, umvubo nesigizengi (komtsha) Emazimbeni ukutya okwenzi wayo, butywala, yinyadavu, sisidudu, zinkobe nomqa. Ngembotyi kwenziwa isopu, nesonka kudityaniswe imhotyi ezi pekiweyo nentlama yombona, nesiquinqu. Osenza benza umqa, inxoxa namaceba kupela.

6. Ezona zinempilo:- Yimbila, ngamarewu, butywala, umqa, isidudu, 84. umvubo, nenxoxi. Ezingatyebisiyo izidlo nazi:- Ngumngquasho, yinyadavu, zinkobe, yisopu nomkupa. Itizatu soba ezizidlo zingatyebisi:- Inkozo azinampilo esiswini somtu kuba sibalukuni. Imbila ezo namarewu etc. asenza sitambe isisu.

7. Eziqliwa wonke unyaka:- Umbona, nembotyi, namazimba, zidliwa wonke unyaka jikelele. Osenza namatanga zinto ezipela kwangoko zona.

8. Ezityiwa kakulu nakancinci:- Izinto ezityiwa kakulu ngumbona namazimba, nosenza ngelc xesha besekona. Imbotyi zona azi tysiwa kakulu.

9. Ukutya okumnandi:- Ukutya okumnandi ngumqa wetanga, ngumngquasho otambileyo onembotyi ezininzi onamanzi. Emazimbeni eyona nto imnandi zinkobe xa zipotulwe, kwavutyiswa ngamsi. Imitwane imandi kakulu, yenziwa ngemilibo yamatanga, kudityaniswe namabolosa. Ukuqla okulekileyc:- Zinkobe, ugcado, notshongo. Amaqashu ayatyebisa kakulu

10. Ezityiwa ngabafazi bodwa:- Isidudu nemifino zinto ezidliwa ngabafazi bodwa, amadoda akazityi. Kudala utywala ibingeyiyo nto ibityiwa ngabafazi, bekusela amadoda odwa abafazi besitya amasi bona.

/11. Izityalo.....

11. Izityalo zasendle:- Ngumqokolo, intlakotshane, nengwenye, namakiwane, notongoti, nomkoba, nengcombu yomsenge (intsenge) ne-ncholo, namaqumbe, nomsobo, nemisibe, amagontsi, nezadende, namapuzi nekowa, netangazana, namaviyo, namaguzu, uthwala bentaka, nemvomvo, zonke ezinto bezityiwa kakulu kudala, zaye izizinto ezinempilo, kwa-kuba kulanjwa kudliwa ingcolo, nenqoba, nenongwe, nentsenge, noluzi.
12. Indawo edliwayo:- Emqokolweni kudliwa isiqomo sawo. Intla-  
85. kotshane, nengwenye, namakiwane, utongoti, nomkoba namaqunube, nom-sobo, namapuzi, itangazana, namaviyo namaguzu uthwala bentaka nemvo-mvo, noluzi kudliwa kwa iziqamo. Kwezi zilandelayo kudliwa ingca-mbu intsenge, nencholo, imisibe, amagontsi, izadende, nenqoba neno-ngwe.
13. Ezipekwayo:- Inongwe, nengoba, nencolo, ziyapekwa xa zidlelwia indlala. Ziti zakopulwa zanekwe ukuba zome, ukuze zivutywe ngamasi. Ezinye esinje ngentsenge zimbiwa zidliwe ngoko. Ezi zisisiqamo zikiwa njalo nazo zityiwe kwa ngoko.
14. Ixesha lazo:- Ixesha lezizityalo kukutwana kwehlobo entlakohla
15. abantu abazityayo:- Zityiwa ngumtu wonke.
16. Invume enkosini:- Ezizityalo azicelelwia nvume enkosini. Ngu-lowo nalowo usuke azityele nje.
17. Isabelo seNkosi:- Hayi akuko sabelo sankosi kwezizinto.
18. Ezona zimnandi:- Ezona zimnandi kakulu ngumsenge, nezadende, namagontsi, namakiwane, notongoti nengwenye, namaviyo, namaqunube, Uluzi, nentlakotshane, nomqokolo, nomkoba, nomsobo, nomisiba boko zona zazinge mnandi kakulu.
19. Uhlobo ezaziwa ngalo:- Ezizinto ikakulu zifundwa apa kubafazi, kuba kaloku ngabo abantu abahamba emahlatini kakulu.
20. Ubisi:- Ubisi luyatiwa kwensiwe amasi. Amakwenkwe ngawo abantu abatya ubisi ngo kwanya izapolo. Lutyiwa xa seluvutiwe lengamasi avu-tiweyo. Amakwenkwe xa enza ingidi aludibanisa nomtuma. Ubisi luka-wuleze ukuvutwa.
21. Uhlobo lokugeina ubisi:- Xa inkomo zininzi ezsengwayo, zizi-ntsengwanekazi, amaselwa abamaninzi. Ubisi lugalelwie eselweni eluno-  
86. bisi okanye amasi ayizolo nayizolo elinye alahlulwa-hlullwa ubisi.
22. Apo Agcinwa kona:- Amaselwa anobisi agcinwa endlwini yomnininimzi ahlale paya entla.

/23. Amasi.....

23. Amasi:- Amasi atyiwa ngumtu wonke emzini ngapandle kwabantu abangabatshakazi, xa benge kawatyiswa amasi. Xa umtu aye enyangeni, kulisiko uba angawatyi amasi. Umtu wasemzini uyapiwa amasi, ati ke xa eziqonda ukuba imeko yake ayimvumeli awale ngokwake.
24. Isiko lamasii:- Amasi asinto inabudididi xa iselwayo, aselwa nje.
25. Uhlobo adliwa ngalo:- Amasi atyiwa kakulu, naninina, ngetuba umtu awafunayo, xa anganqabanga. Xa ke enqabile atyiwa ngokuhlwa kupela ukuba usapo lulale ludle umvubo.
26. Ukubaluleka kwamasi:- Ewe amasi aziwa nje ngokutya okubaluleku-leyo, ngakumbi ebantwaneni abasakulayo.
27. Amasi ebantwini:- Amasi ayiwa lusapo lonke abona bantu basoloko benomvutyana obalindileyo, ngabantwana. Abantwana bawuqala beselula inyanga zimbini nantatu ezelwe.
28. Inyama:- Inyama uyitya umtu xa eyikanuka, axhele. Kungenjalo kuti xa afikelwe zindwendwe ezixabisekileyo axhele. Naxa kuko imitshato kuyaxhelwa kudliwe. Nempahla ebulewe sisifo iyatyiwa.
29. Uhlobo elungiswa ngalo:- Inyama xa izakutyiwa iyapekwa, kunge-njalo yosiwe imibengo eziko.
30. Imiteto yokutyiwa kwenyama:- Inyama ayinamteto ngapandle kokuba kusuke kutyiwe nje, abafazi batye bodwa, intombi zitye zodwa, abafana batye bodwa. Amadoda ke wona xa iyinyama yesisusa, alawulwa ngokwa-  
87. mabandla oko kukuti, izipaluka ngezipaluka zelali, zijolelw yinjoli yelali. Eyasekaya ayimamteto.
31. Ukwahlulwa kwayo:- Inyama yohlulwa ngolu hlobo seluxeliwe ngase-ntla. Umfazi uyabelwa yindoda, aze yena abele abantwana bakes. Indoda ke yona - umnininimzi wabela wonke umtu abafana badibane, intombi zidi-bane, ngesabo isikotile njalo - njalo.
32. Isabelo:- Inyama yabiwa ilingane ngapandle kweyomnininimzi, eti isoloko ininzi kuye, kuba bonke nabafike mva bapiwa kwanguye, kukwa njalo ke naseNkosini, isoloko ite nyi kuyo kuba kaloku ijonje ukupa lonke usapo olu nje ngoyise wabo bonke.
33. Ubusi:- Ubusi buxabisekile kakulu naxa kuko abantu abangabutyiy Abakweta ababutyi ubusi.
34. Umnini busi:- Umnini wabo ubusi ngumtu oziboniseleyo inyosi. U ke akupakula ape abo bahamba naye.
35. Uhlobo lokudliwa kwabo:- Ubusi butyiwa bodwa buyapekwa xa kwe-nziwa iyeza.....

s774

K11/40

nziwa iyeza lokunyanga isifuba.

36. Abangabutyiyo:- Abukweta nabantu abatwasayo ababutyi ubusi.
37. Izinambuzane:- Inkumbi asizityi tina, zityiwa ngaBesutu nama-Hlubi. Imbovane azityiwa. Kodwa ezi zoninga ziyatyiwa ngabantwana. Kumfimfitwa umva bo wazo. Kutyiwe amanzi. Amaqonya akatyiwa.
38. Amagama ezinambuzane:- Yimfinyezi, lisongololo, unomadudwane, isigcawu, isibawu, nenyanzane, nentete, iqonya, ibabatane, nopungu-pungu, ipupu, ingolwane, intakumba, incukutu, inkuba-bulongwe, uvivivane, uqongqotwane, ingcongconi, ugqamanzi.
39. Ixesha lokugokelelwa kwazo:- Aziqokelwa ezizinto kuba azityi-wa mtu.
40. Into eyenziwa ngazo:- Tina Bambo asizityi izinambuzane. Abantu abazityayo abesutu bayagoja, ziwayitwe, ziti zakuba ziwayitekile, zisilwe zenziwe umgubo oti ke wona wenziwe isonka.
41. Ukuzicingela nje ngesidlo esimnandi:- Abesutu bazitata njengesidlo esimnandi, lento mesisonke senkumbi, ede iti kona xa zifike iyindlala kufane noba inkosi ibatobele imana, ngetuba lembandezelo yendlala, zidliwe ngokute nqi.
42. Ukutya:- KwaKosa apa kutyiwa kabini ngemini. Kutyiwa ngentlanzana, kwakuba kusengiwe ngabafana. Elituba ke leli laxa ngokwesiLungu kudliwa iti (lunch) ngentsumbi yeshumi elinanye. Kupindwa kutyiwa xa kuza kulalwa, kopulwe imbiza ebezipekwe ukumka komhla ngabafazi.
43. Uhlobo ekutya ngalo:- Umninimzi utya yedwa nonkosi kazi utya yedwa. Abantwana bayadityaniswa bodwa. Abafana bayadityaniswa kwesabo isitya kwanentombi ngokunjalo zibanesazo isitya.
44. Apo kutyelwa kona:- Kutyelwa kwindlu enkulu lusapo lonke, oko kukuti kulendlu kayise.
45. Uhlobo ekupakwa ngalo:- Izitya ziyahlanjwa. Umfazi nabantwana abazintombi bapakele kuze ke kuhanjiswe kwabo bebepakelwa. Umhluzi ukiwa ngezawo izityana nokuba zinkonxa ezincinci, ukuze elowo azigale-lele xa efuna, okanye ke awusele iye ngokuba amadoda etanda kulamaxe-sha sekuse tyenziswa izitya zasemLungwini (plates).
46. Ukutya okudityaniswayo:- Inyama nonngusho ziyadityaniswa zona kwakupakwa. Ngezimini ke sekudityaniswa nozi reyisi (rice) nozitapile (potatoes) izinto ezo ke zakwa Mlungu ezivele mva. Nekhaphetshu nazo ngoku sezidityaniswa nenyama ezi. Abambo abalidibanisi nenyama nayo yonke into enomhluzi. Itanga alidibani namasi.

/47. Isimo.....

s774

K11/40

47. Isimo xa kudliwayo:- Abantu abadli sityeni sinye bonke - abadla esityeni esinye ngabo badityanisiweyo ngumabi, okanye umpaki. Umtu wokupha abantu ngumnikazi mzi, kungenjalo atume nawupina kubantwana bake.
48. Izinto ekutiwa zimbi xa umtu ezenze kudliwa:- Akufuneki kitshaya nokuxukuxa, nokutshica xa kusatyiwa. Azenziwa zonke ezizinto kwindlu ekutyelwa kuyo.
49. Isiko laxa kuzakudliwa:- Kulisiko ukuba kuti xa kuza kudliwa kuhlanjwe izandla, kuba kaloku inkobe, inyama njalo-njalo zityiwa ngezandla.
50. Into eyenziwayo kwakuggitywa ukutyiwa:- Kwaku kovukutyiwa kuya xukuxwa, kubulelwé ukutya oko ngexesha langokuhlwa (worship).
51. Utywala:- Intlobo zotywala lobombona, nobamazimba nobe ngqolowa kupela.
52. Into obenziwa ngabo:- Kuzo zonke ezintlobo.-ntlobo kunyiwa imitombo, ize ivundiswe ipume imisila. Iyomiswa, kusilwe ke ngoku, kube kuvutyalwe isidudu kwa ngayc.
53. Uhlobo obenziwa ngalo:- Buyapekwa zebupoliswe Emva koko buyavutielwa ngale mitombo. Buyahluzwa ke emva koko buze buselwe.
54. Inxenye yotywala:- Ewe utywala bunguni-miselo ukuba ilala lonke nokuba ligongqo, lisiwa eNkosini komkulu. Obutywala ke bunika ulwezi eNkoaini ngobotywala kulomzi, eyoti ke iNkosi ikupe omnye wenduna zayo iyokugcina ukuba kungabiko zipitipiti kulomzi unotywala.
50. 55. Indlela yokusela:- Utywala obu bulawulwa yinjoli eyayimiswe enkundleni. Um-mango ngamnye unenjoli yawo. Isibonda ke sona salondawo siti bakuba butiwe ntimfa pantsi yinjoli, zize ke injoli zonke zingcamlezive kulomcakulo. Ka kulawulwa ke ibandla ngalinye linebhékile, eyoti ingene koyena uyinduna yenkosi apuze, ahambise kosecaleni kwake. Imke nalomgca ke ibhekile, ide iwaggibe ke amadoda.
56. Isimo sokusela:- Lomtu ugcine uba kungabiko kulwa, nezipitipiti. Kufuneka ati indoda ete yenza into embi nokuba kukutinina, ayiqubele komkulu njengenatyala. Akufuneki kutukwane, kungafuneki nokusela kwabafana badibane nengwemu ngaxesha linye. Abafana bahlala kwe labo icala, bamana bepuziswa ngoyise. Abafazi abgngeni endlwini yoku selela amadoda.
57. Indlela yokutunga utywala:- Indlela yokwaba noku kinga utywala se ixeliwe kulombuzo wama 55.
- /58. Xa kipiwa.....

58. Xa kuriwa indoda indala:- Xa kupiwa indoda enkulu iyapiwa nje ngum-ninimzi, ayinone kobake utywala, obungapandle kobu beBandla. Umninimzi unika injoli leyo, ize ke yona ingcamle, yandule ke ukusela indoda enkulu.

59. Umtu osele kugala:- Etywaleni kuqala kusele injoli ikhuphe ubuti. Ebandleni kuqale kusele induna yenkosи, kulandele ingwevu zamadoda.

60. Injoli:- Injoli kufuneka isele pambi kwalowo izakumnika kuba lisiko ukukhupha ubuti.

61. Isimo xa inkosi isela:- Xa inkosi isela, kutetelwa pantsi, kantи ke umhlekazi lo uyabaphuzisa bonke ngabanye, nje ngasapo lwake. Xa

91. iko ibona akuko mtu angabe apakamise ingalo kommye.

62. Idini ngotywala:- Utywala abusetyenziswa xa kusenziwa amadini. Kusetyenziswa inyama yodwa.

63. Utywala bezigamo:- Akuko tywala benziwa ngaziqamo kuti.

64. Inxoxo kulemiteto:- Aziko.

65. Izinto ezitshaywayo:- Licula, yintsangu, nguqolwana. Amamfengu atshaya icuba, nentsangu, noqolwana. Akuko miti ibhenywayo netshaywa ingamanzi, umya, intsangu, njalo-njalo.

66. Apo zivela kona:- Umya nentsangu kutiwa ngo koko zazivela elizweni (Finland).

67. Uhlobo ezazilinywa ngalo:- Umya necuba zazilinywa etafeni nase-mhlatini apo kungeko mtu ungafane azibone nje. Zilinywa ngamadoda, kuba ngabona bantu bazisebenzisayo.

68. Imbewu yentsangu:- Iyagcinwa imbewu yentsangu.

69. Ixesha lokuyilima:- Ukulinywa kwayo intsangu akunatuba linjani. Ayifani nombona wona ulinywa ngamaxeshsha atile, uvunwe ngamaxeshsha atile njalo - njalo.

70. Uncenceshelci:- Umya awuncenceshelwa, ungakatali nalanga.

71. Into eqokelelwayo:- Into eqokelelwayo, ngamaggabi, afakwe esigodlwani, elupondweni, kuba ezakutshaywa akoma. Imbewu yona iqokelelwa ukulinywa nokutengiswa.

72. Ukulungiswa kwayo:- Intsangu ifana necuba ukulungiswa kwayo. Iyanekwa, ivundiswe, itshaywe yakoma.

73. Uhlobo etshaywa ngalo:- Intsangu itshaywa ngenqawe, kodwa indle-la yayo kukuba itshaywe ngesigodlo. Isigodlo sembelwa emhlabeni. Kwelinye icala lesigodlo kugalelw amanzi, ukungxenga. Umfo wofika  
Q27ka emanе.....

s774.

92. ke emane ebuzela exuxuza, etshica lamanzi engawaginyi.
74. Uhlobo lengawe:- Intsangu itshaywa ngopondo (isigodlo) lwenkomo. Isigodlo sifakwa emhlabeni simbelwe kufakwe intsangu kwelinye icala Ibizcle umsi loke indoda etshayayo.
75. abantu abayitshayayo:- Bambalwa noko abantu abayitshayayo intsa-nagu. Asinto itandwa ngumtu wonke.
76. Eyunyelwena kubantu abatile:- Abantu ababinqi leyo abaqelekanga betshaya intsangu, popu kona akuko mtu walelweyo xa etanda ukuyitshaya
77. Intsangu:- Intsangu yinto eyehluta ingqondo le yomtu. Utu umtu akuyitanda abe ngumtu oka lipe ngokuyingozi, ayinampilo kuba itshints-ha ingqodo le yomtu ifane neyeramnewa.
78. Imbongi:- Ibongi ngabantu abahlonelekileyo ekungatandekiyo ukuba badakwe yintsangu Ezetu imbongi zibonga inkosi nabantu abakulu, ekufuneka babe sezingqondweni xa beza kubonga. Intsangu yinto yabantu noko abapantsi ngokwasembusweni wesintu.
79. Intsangu pambi kovumiso:- Hayi akutshaywa ntsangu xa kuza kuvu-nyiswa okanye kuzaku ngulwa izinyanya.
80. Icuba:- Icuba lalivela kwaseZweni, elicuba lide laBambo. Amanyelake avela pesheya esiza namaBhulu oVan Riebeek.
81. Isicuba:- Icuba lenziwa isicuba apa pambi kwezindlu. Igadi yesicuba ibancinci apa ecaleni kwezindlu. Icuba lilinywa ngamadoda kwanabafazi xa betanda. Imbali yimbewu yecuba, ke iyagcinwa ukuze ilinywe ngexesha lokulinywa kwayo. Imbali ilinywa nanini ayinaxesha linjani xa inokufumana imvula. Izitole zecuba ziyancenceshelwa. Ama-
93. ggabi ecuba ayacolwa omiswe, avundiswe ukuzeke atshaywe. Imbewu yayo, imbali, nayo iyacolwa igcinewe ukutyalwa ngelinye ixesha Icuba xa lilungiswayo kukiwa amagqabi, avundiswe, omiswe, emana ebotshwa esenzi wa izigcobo, eqholwa elungiswa ukuba anuke kamandi. Liti lakulunga lakoma, lifakwe ezingxoweni, linyhanyhatwe liqine ukuze libe nzima, livunde ngokufihleleleyo. Litshaywa nge nqawe. Abanye baya litya emlonyeni. Inqawe ezinde zesiXosa ezihlala kwingxowa zebokwe ziyase-tyenziswa kwaXosa. Icuba litshaywa ngumtu wonke olifunayo. Akuko mtu walelweyo ecubeni, oyindoda umfana, umfazi, inkwenkwe, intombi njalo - njalo. Ewe lona yinto eti xa umtu ete wayitanda abe yingcale iato engenakuze yehlukane nayo. Pofu asinto inabubi bakumhluta impilo umntu. Icuba liyatshaywa zimbongi xa zitanda nje ngomntu wonke.

/Asiyonto.....

Asiyonto yenza umntu abe yimbongi eggite ezinye. Xa kunqulwa izinya-nya akutshaywa, inqawa zibekwa pantsi.

82. Ukutshaywa nokuhlafunwa kwecuba:- Icuba kaloku yinto yalo ukutshaywa nguwonke wonke. Abantu bayalidla icuba abatandayo baginye amate. Pofu lento embo ayingako betu.

83. Uhlobo lokwenziwa kwegwada:- Xa kwenziva igwada kugutywa icuba lidityaniswe nomhlabo. Lo mgubo ke ufakwa kwiqaga lamanyama. Xa kugwadwayo umntu unqafika emane esika ngentshaza egalela esandleni egwada.

84. Lenziwa nguwonke wonke na?:- Ukugwada yinto yalowo ntandayo, asinto yenziwa ngumntu wonke. Abantu abasebenzisa igwada badla ngoku ngasebenzisi nqawu.

85. Ixabiso elitengiswa ngalo:- Icuba litengiswa ngenxowa liqalela kwiponti ezintatu lide liye kiponti ezisibozo ingxowa. Xa litengiswa  
94. ngesiciko sibayisikisipeni netiki komnye.

86. Lisetvenziswa ngabafazi namadoda na?:- Icuba litshaywa ngabafazi namadeda ngolufanayo. Ingedle zikona kumadoda nakubafazi. Abantwana abatshayi ngapandle kwabantwana abasebebadala.

87. Intlobo zegwada:- Igwada lintlobo mbini elenziwe ngecuba nele-nziwe ngongqatsi. (undanya ndanya).

88. Uhlobo icuba elixabiseke ngayo:- Icuba negwada lixabiseke kaku-lu kubantu abatshayayo, nakubantu abalitengisayo icuba.

89. Kuyancazelwana na?:- KwaXosa kuya ncazelwana, kubenywe kudliwe amavo, idaba kubaliswe amabali emfazwe nembali ezadlulayo.

#### 9. Imisebenzi:-

1. Izinto ezenziwe ngentsimbi:- Izinto ezenziwe ngentsimbi yibekile, amatunga, amagongqo, izibane (lamps) itoti zokusela, izitya zokuhlamba, amacepe, izikotile, imagi, nepleyiti.

2. Izinto ezenziwe ngodongwe:- Izinto ezenziwe ngodongwe zingqayi, nengcaza zokudlalisa amakwenkwe paya endle.

3. Izinto ezenziwe ngomthi:- Izinto ezenziwe ngomtu zizingquasho, neyere, namacepe, nemela, netafile, nemikono yamakuba, nentonga, nama bunguza, nezipato zomikonto, nezapeta zentolo, nepali zokwenza upahla lwendlu, izileyi, intlanti, idyokwe, nezikeyi, imipini yamazembe, iheke, nepali zemitati neminye imiti, ibedi zokulala, ingcango, izitulo, imiqadi yengcango neyefesitile, nenqwelo, nezikotshi.

95/4. Izinto.....

95. 4. Izinto ezenziwe ngeselwa:- Izinto ezenziwa ngeselwa, ngumcepe wokukha amanzi nejiki, igubu lotywala iselwa lokugcina intanga, iselwa lokutiyela inkawu.
5. Izinto ezenziwa ngokuni:- Kuyabiywa intlanti nezi baya, zibaswe nokubaswa. Imbambo zenja zanziwa ngentsasa (ucango) neviti.
6. Izinto ezenziwa ngexolo:- Izinto ezenziwa ngexolo lomti kukwenza idayi zokujika ibala lempahla. Ixolo lesibara nesindiyandiya lenza iyeza.
7. Izinto ezenziwe ngenca:- Ngamaphempe, impahla zezindlu zitungwa ngengca, nentambo yokutunga indlu.
8. Izinto ezenziwa ngemizi:- Izinto ezenziwa ngemizi, zinkuso, izitebe, ingobozi, intluzo, izirudu.
9. Izinto ezenziwa ngotwatwa:- Ngotwatwa kwensiwa izihlangu, amalekanisi, isali, namasadulubeke (saddle bags) nezipaji, nengubo, nezidla notwatwa loku bopa amakwenkwe (olwebokwe) nezikaka zabafazi.
10. Izinto ezenziwa ngelitye:- Nazi izinto ezenziwa ngelitye, sisungusho, nelitye lokusilela, iziseko zezindlu (foundations) izinyuko (steps) imbokoto ukwaka izindlu nezitali, ipali zocingo, amatye okulola amazembe, ibakana, amazembe, iziqandulo amatye egwada.
11. Impahla yokusebenza:- Impahla yokusebenza kuti yileya yeza nabe Lungu. Tina Bambo sasingena mpahla yokusebenza. Nanzi ke izando, isara itshizile, ipleyini, ibora, iplayazi, izikera.
12. Izixobo zetu:- Nazi ezetu izixobo, yimipu, imikonto, intolo, amabunguza, amagqudu nentonga, intshuntshe, incola, inkonjane.
13. Igama lasixobo ngasinye:- Amagama azo selebhaliwe kwimpendulo yombuzo we 12.
14. Ibhekile:- Kusikwa igqongo ligotywe, lidityaniswe ngelote nesi-
96. piriti, kufakwa amadlebe kwensiwe nompambo ngocingo.

Itunga lenziwa ngokufanayo nebhekile, Iggongo nalo lenziwa ngokufanayo nebhekile. Isibane senziwa nje nge bhekile, nge lote nesipiriti. Itoti yokusela ifana negqongo ukwensiwa kwayo. Isitya sokuhlambela (washing basin) senziwa ngokudibanisa igqongo ngelote nesipiriti emva kokuba isitya sikandiwe senziwa safana malento umtu ayifunayo. Amacepe enziwa ngabantu abamnyama ngala enziwa ngomti, neselwa, nopondolwenkunzi yegusha nolwenkomo. Abagobongqo, isipato esi sibemcaba. Izikotile ziyanziwa ngabantu abamnyama, ziko ezenziwa

/ngodongwe.....

ngodongwe (Amakamba) ziko nezi zeqqongo. Singakuva ukwensiwa kwaso sisisangqha. Imagi ziyanziwa ezodongwe kwa nezegonggo. Imagi ikwa sisangqha ibe nomqetyana, oyindawo yokubamba. Ipleyiti isiyonto yetu tina kuba into ebitata indawo ye pleyiti kuti kwaXosa sisitebe soko pulela. Ingayi yona into esisitya (vessel) esenziwa ngodongwe sibe ngakuva. Sisitya sokuka amanzi litunga, inghayi isebenza konke, kodwa yona ingcaza yinghayi yokusela utywala namarewu. Izingqushu zenziwa ngomti noba kungelitye. Zingakuva kuba kaloku kuxotyulwa isiqu esi somti. Kumbiwe ngentla kulendawo yokugalela umbona, xa kungqushwayo. Iyere uhlobo elwenziwa ngabantu abamnyama zezi zomti kuketwa imiti yehlati eyomeleleyo. Ifakwa amazinyo kwa omti. Amacepe nemela. Amacepe sekuteziwe ngawo. Imela zona zenziwa ngabelungu. Ezizomti zenziwa ngabantu abamnyama azinamsebenzi kuba noko azisiki. Nefolokwe zomti ziyanziwa, kodwa nazo azikwa sebenzi nto, nje ngemela ezi. Itafile zazingenziwa kudala sisi ntu esi, kodwa ngoku ziyanziwa 97. nasiti, kuba kaloku abantu bafunde ukucwela ezikolweni zalonto. Ngoku kuko abacweli (carpenters). Imikono yamakuba, ayenziwa ngabantu, yenziwa ngabelungu. Yenziwa ngemiti, ibegoso apa kulendawo ingentla ilungele ukubamba. Intonga namabhunzuza zizona zinto ke bezisenziwa kakulu ezi kwaXosa, zibe nanamhlanje zisenziwa. Intonga ngumqayi nje ote tswi, ze lona ibhunguza libe negqhudu kwelacala lingapaya. Izipato zemikonto zenziwe ngomsimbiti, isikali esi somkonto sitithu kweliyacala lingapaya.

Isapeta zentolo, zenziwe ngo zungu, umti otambileyo nozingati. Isapeta yinto eluluti nje, olusuke lwagotywa laza lagcinwa ngomtya ukuba lungoluki. Ipali zokwenza upahla, kugawulwa umti, uxotyulwe amaxolo. Kuketwe umti ote tse ongegoso. Izileyi, zenziwa ngomti, kugawulwa umti, unqunyulwe udityaniswe apa entloko. Lemiti mibini ke, idityaniswa ngamanqwangwa. Intlanti, ubuhlanti ke bona xa benziwayo, kugawulwa amahlahla, agxunyekwe pantsi, okanye embelwe pantsi. Ukwakiwa kwabo ubuhlanti benziwa bube ngakuva oku kwendlu. Idyokwe yenziwa ngomti omkulu nje kuhle. Uyaxotyulwa, ugudiswe, uxholwa imingxunyana emine yokungenisa izikeyi, ezikwenziwa ngomti nazo. Zona zenziwa zibe nezike wana zokufaka izitropu. Umpini wezembe kubazwa umtana nje woluke uze ubazwe ude ube nokungena ezembeni kwelinje ical kwizembe elikulu ubamkulu kanti kwelincinane uba mfutshane ngoku njek

/Theke.....

- Iheke yenziwa ngomti. Kubholwa imingxuma ezakuti ke kufakwe kuyo eminye imiti ezilantyi. Kwamanye amaxesha kusuke kubetelelwe nje 98. ngezikonkwane imiti inqanyuleziswe. Ipali zomtati yimiti yehlati esuke icandwe, ibezipali zokwenza ikona nesango xa kubiywayo, kwensiwa ngayo ne ankile.

Ibedi zokulala zenziwa ngomti nezinti ezibetelelwe emtini ezipali Kudala kwaku lalwa ezicambeni, kodwa ke ngoku sekulalwa ezibedini zomti nezentsimbi eyenziwe kwamLungu. Ingcango kudala kwakupingelwa ngempingelo ukuze ke lonto ityatyekwe, ibekwe kwelinye icala lomnyango Ukuvalwa kwalo ke olucango kutiwa ukubizwa "Zimbambo zenja" luxaswa ngemiqonga ukuba lungavuleki ngapakati.

Izitulo bezisenziwa ngemiti yehlati - kwensiwe nje imiqonga kusuke kuhialiwe kuyo. Kungenjalo bekusensiwa izitulo zodaka ezayame kwa lapa eludongeni lwendlu. Imigubasi yengoeango nefesitile. Ifesitile asinto ibiko kwaxosa, kuba nangoku ziseko indawo eti ifesitile le ilingane nje ukungena inqindi nangapantsi. Indlu ke yona kudala ibigqitywa ngemiti yehlati. Ibisenziwa ngokugxwuyekwa izinti pantsi zimbelwe, ukuze ke zityatyekwe. Umgubasi ke nayo ulusensiwa ngomti okuqina nje kodwa.

- Inqwelo nezikotshi zizonto ezavela zenziwa ngumLungu, azizange zenziwe siti, ngapandle kokuba nje ke ngoku sesizifundile kwindawo ezenziwa kuzo ezimiti zabo. Umcepe weselwa usikwa aselwe ni apa ubenecala lokubamba elisicwecwe. Igubu lotywala lisikwa nje iselwa apa emlonyeni lifakwe isivingco. Iselwa lokugcina intanga lusikwa apa emlonyeni, libenesivingco lifana twa neli lamasi ukwenziwa kwalo. Iselwa lokutiyela inkawu lona ukwenziwa kwalo liba nomngxunyana omnici-nane, owanele nje ukungena isandla esi senkawu. Izinto ezenziwa nge-ntsasa (a) Intlanti zenziwa ngentsasa zimbelwe zibe sisangqa, kumana 99. kubiywa ke kuvuselelwa xa zomileyo zisuke zati buma ezi ntsasa.

(b) UCango lwempingelo Seluxeliwe ke lona ucango lwembambo zenja Isinto ezenziwe ngexolo lomti ukuyika ibala lempahla nge dayi yinto yabe lungu, ayiko kuti bantu abamnyama. Nendaba yokusuka imfela ngexolo ayiko kuti. Tina intambo sizisuka ngelitye linkumnkum.

Izinto ezenziwa ngenca, yiminyazi (baskets) izintlobo ngentlobo. Eminye ingukuva, ezinye zibe namacala mane yenziwa ngenca, ngesundu nangemizi. Iminwazi yenziwa ngemisingizane, ibengukuva ngoku kwekowa

/Amapempe.....

Amapempe enziwa ngoku kwamatonto amakwenkwe. Enziwa ngenca, udonga lwenziwa ngezinti nemca kanti ke upahla lukwa yinca. Ipempe lingqukuva ukwenziwa kwalo. Upahla lwendlu lwakiwa ngemiti, kwafulselwe ngenca. Iba yinto emqengqelezi upahla, engemi manzi. Intambo yokutunga indlu yenziwa ngomsingizane yo lukwe. Iyenziwa nango xonya, netembu, norashu, nenkomfe. Iimitshayelo yenziwa ngo rashu, luyabotsha entloko, liti ke elicala lingezantsi libe lelo kutshayela. Izitebe zenziwa ngemizi (irwantsi) nangencena, nangecancasi, yinto esitebelele emacala mane kuxozelwa kuyo amatanga. Inkuko zenziwa ngemizi, ziyafam nezitebe, into ekunayo gona zezokuhlala, no kulala kuzo. Kulukwa imizi ngentambo yekala nokuba kungetwayini nokuba kungentambo yoluzi Izilidu zenziwa ngemizi norashu. Yinto efana nekomityi ukwenziwa kwayo eba nondawana yokubamba, ekutiwa cu apa ezantsi esibunwini.

Intluzo yenziwa ngencema yenziwa ibe yinto emboxo, enomlomo omncinci wokugalela utywala xa kuhluzwa. Inyoboz iyafana nesiludu, into ekoyo ingobozi ayibinkulu amantta njenge siludu, iyabuya. Izinto ezenziwa ngotwatwa: Izihlangu, amalekanisi, isali, ingxowa zesali (saddle bags) zizinto ezinziwa ngabelungu. Izipaji nengxowa nengxowa 100. zecuba zenziwa ngofele lebhokwe, lusukwe nje lutambe. Izikaka zabafazi ziyasikwe zitungwe kwe ngotwatwa kwensiwa ngesikumba senkomo, kutungwe ngotwatwa.

Izinto ezenziwa ngelitye:- Isingqusho kumbiwa ilitye libazwe libe ngqukuva, kuxolwe indawo engumlomo wokugalela umbona xa uzakungqu shwa. Ilitye lokusila kutatwa ilitye lenyangane elisicaba, liqandulwe kufunwe elinye elifunyanwa emlanjeni (ulucwe) leyo ke yimbokotwe yokusila kweli litye. Ukwaka izindlu neziseko zezindlu kuketwa amatye amahle axolwe, abemahle afane nezitena ezi. Isando siyensiwa ngelitye le nyangane elilukuni. Imali zocingo ezenziwa ngelitye, kuxozwa ilitye lide libe yipali eti imiliselwe pantsi xa kubiywa ucingo.

Amatye okulola amazembe kuketwa ilitye elinkumnkum, ingabi ngawo la enyangane, ibe lilitye eliti xa kulolwayo linkumke. Ibakini lilitye elide elibupali elimiliselwa kulondawo kufuneka ibakan kuyo. Amazembe amatye ayeko kudala ngetuba lelitye (stone age) bekutatwa ilitye elibukali lifakwe emtini osisipato (hamdle) ekubanjwa kuso xa kucandwa yo. Bekuhlinzwa ngawo xa kuhlinzwa inkomo nokuba yinyamakazi ebuleweyo. Izinqandulo zenziwa ngelitye lenyangane elingqukuva. Amatye

/egwada.....

s774

Egwada ilitye lokusila igwada liyabazwa libengukuva libe nembokotwa yalo yokusila. Impahla yokusebenza (tools) Akuko mpahla yokusebenza kuti kuba yonke siyifumene kuMlungu. Izixobo: Imikonto yenziwa nge-ntsibzi ebukali efakelwe elutini. Iyalolwa ke ibe yinto ebukali Imipu asiyetu, ye yabe Lungu. Intolo zazisetyenziswa kudala, zisenziwa nge ngobiso, ngomti kaggongci wehlati. Lendawo isisikali ke yona yenziwa ngoluti lomtati, oluloliweyo.

Amabhunguza Namaggodu enziwa ngomsimbiti nomtati, nogqonci, nomnonono nomnqayi. Ibunguza nokuba ligqudu libaligqudu kwelicala loku 101. gibisela ibesepato ke kwelicala lincinci.

Intonga yenziwa ngeminqayi, nayo yonke eminye imiti enje ngo gqonci, umnquma, umbovana, umtentsema, umlungu-mabelo, umzane, uzwatii usitshane, isitoboti, neminye ke. Ezinye ziyaqoqwa zibentle kunene. Intshuntshe yinto ebukala efana nomkonto lo. Ingcola yinto esisikha-li. Kukandwa intsimbi ibe bukali ngoku kwesilanda. Isipato senziwa ngomti onje ngomsimbiti. Inkonjane luhlobo lomkonto oti intsimbi le yenziwe ibe nencam ezininzi. Lento yenzelwa ukuze umkonto lo ungapumi lula xa uhlabe into nokuba ngumtu.

15. Izinto ezisetyenziswa ngamadoda:- Izinto ezisetye nziswa ngamadoda ezinje ngezikali nazi:- intonga namabunguza, zenziwa ngamadoda zize zisetyenziswe ngawo. Ezisetyenziswa ngabafazi - zizitebe, ingqayi, amatyebi okusila, namaselwa.

16. Amacule nengibi zezizinto:- Zonke izinto ezenziwayo kwaKosa, zinengcibi zazo. Akuko nto ifumane yenziwe nangubanina. Zonke izinto zinamacule azo. Nasebafazini bako abangamacule okwenza, Izikaka, amakuko, ingobozi. Ke nasemadodenzi ziko ingcapepi zamacule okwenza intonga, izikali njalo - njalo.

17. Indlela ezenziwa ngayo ezizinto:- Izinto ezanziwa ngentsimbi ezizinto zenziwa nge bhekile zazingaziwa kudala kwaKosa. Zifundwe kumLungu akube efikile pakati kwabantu abantsundu zenziwa kanye ngoluhlobo lwasemLungwini.

\* Izinto ezenziwa ngodongwe, kutatwa udongwe kukutshwe amatyebi namanhalutye. Luya bunjwa ke kwensiwe ingqayi ezo, nokuba yintonina leyo yenziwayo, lugudiswe luze lutshiwe lube homvu.

Izinto ezenziwe ngomti zenziwa ngokuqingwa ngezembe nangemela 102. kugudiswe kwangemela kuba kaloku izinto ezinje nge pleyini zokugudisa

/zazi.....

zazi ngeko kudala. Izinto ezenziwa ngeselwa zenziwa kwa ngemela kuktshwe intanga zakoma. Nokuba kuzakwe nziwa umcepe nokuba liselwa lamas, nokuba liselwa lokugcina intanga kwensiwa ngolohlobo.

Izinto ezenziwa ngentsasa. Intlanti zenziwa ngoku gnumeka intsa sa nepali ezi pantsi zimbelwe. Icakata (imbambo zenja) lenziwa ngoku pingelwa imiti ngentsasa, ukuze ke kuvalwe izituba ezi ngokutyatye kwa ngobulongo benkomo.

Izinto ezenziwe naexolo lomti. Abelungu bona benzé izinto zukika ibajé ekutiwa zidayi. Tina bantsundu senza isibara. Elinye lixolo lesinduyandiya, ixolo lombomvana, ixolo lika mlahleni kunye nexolo lika Matunywa-vume, ixolo lesidumo kunye nexolo lomkuhlu. Onke ke lamaxolo asetyenziswa emayezeni. Izinto ezenziwa ngenca. Yiminqwazi le yenziwa ngamakwenkwe kutungwa umsingizane kwa ngomnye ontlatlatiweyo ukuze utambe kumana kugqojozwa ke xa kutungwayo. Izinto ezenziwe nemizi: Izinto ufele lebokwe lusukwe lumane lyijwa lutslawa. Lusukwe ngelitye elinkum-nkum lishikixwe litsalwe lide litambe libenako ukwenza nayipina into yotwatwa itungwe.

Izinto ezenziwo ngelitye: Ilitye liyaxolwa ngentsimbi engumgala, kwenziwa ke noba sisingqusho nokuba yintonina.

18. Imisebenzi yazo:- Ibhekile kuselwa ngazo utywala namarewu, kukiwangazo namanzi. Ezomdonewe Ingcaza zizitya zomvubo kuselwa ngazo utywala kwakona. Ingqayi kukiwa ngazo amanzi, kugalelwa kwakuzo utywala, amasi, iziqaqabula, nembla namarewu. Ezomti: Izingqusho kungqushalwa umbona kuzo. Ipali kwenziwa ngazo upahla lendlu. Ezeselwa: Imisebenzi yamaselwa se ixeliwe kwimibuzo engasentla. Ixolo: Imisebenzi yezolo seyixeliwe. Intsasa: Imisebenzi yazo seyixeliwe ngasentla. Inca: umsebenzi wayo sewuxeliwe. Imizi, sowuxeliwe nomsebenzi wemizi.

Utwatwa; Umsebenzi wotwatwa sewuxeliwe. Ilitye: Imsebenzi yelitye seyixeliwe.

19. Ingqayi:- Umteto wazo zigcinwa ngumfazi. Azigalelwa manzi. Kugalelwa utywala, namasi, nesidudu ziyawaka amanzi kodwa akutshwe angahlali kuzo. Isingqusho sesilulawulweni lomfazi nabantwana bake. Iselwa lipatwa yindoda, ngumsengi, aze ke yena alinikezele kumnini ndlu ligcinwe nguye. Izitebe akuhlalwa kuzo kuba yinto esebezela ukutya. Ziyakhonywa ukuze zingakotwa zizinja. Izirudu nengobozi

/akukiwa .....

akukiwa ngazo umhlaba, kuba kupatwa ngazo ukutya nekyama. Ziko izitebe nezirudu zenyama xa kopulwayo.

20. Zisasetyenziswa na or hayi?; Ezizinto zisasetyenziswa ngoku ezinto eseziyekiwe zingcango ekutiwa zimbambo zenja. Enye into eseleyekiwe kukuvubisela engcazini. Amacepe amaselwa akusadliwa ngawo, kwa noppo lwenkunzi yegusha akusadliwa ngalo.

21. Amagalo nezibongo ngamashishini: Liko iqalo elite "Inkali xingetyeni." Eliqalo litela ukuti umtu uxakene nako lisetyenziswa xa kute-twa ngomtu osengzakini, ekohlwe ijinto angenza yona ukuze asinde. Neli elinye iqalo "Umcinga omnye wematshisi utshisa ilizwe lipela" Lonto iteta ukuti umtu onolwini uxaba nissa isizwe sipela. Maninzi wona amaqalo, kodwa akuko zibongo zekoyo ngezinto ezenziwayo kwakosa.

104. Indlela yokusebenza: Intsimbi,

22. Ukunyityilikiswa kwentsimbi:- Xa kunyityilikiswa x intsimbi, yayitshisa ibe bomvu, ize iti yakutamba kwensiwe lonto ifunekayo.

23. abantu ababeyinyibilikisa:- Ngamadoda.

24. Indawo yokusebenzela:- Umsebenzi wona wokusebenza ngentsimbi wawungeko kudala kuti. Ubeti lowo nalowo asuke azenzele imikonto yake, emzini wake. Xa kungenjalo ke bezisiwa kumtu olicule okwaziyo ukukanda kakuhle.

25. Ukufunyanwa kwesinyiti:- Intsimbi ekutiwa sisinyiti, yayifunya-nwa kubeluhgu, abantu abanayo, beyitengisa kulowo ofunayo.

26. Ibhatala yaso:- Isinjiti es! besitengwa ngenkomo kwanempahla emfutshane, kuba imali ivela mva kuti.

27. Apo besikandelwa kona:- Isinyiti besikandelwa komkulu. Zingcali zokwenza imikonto kaloku bekuba ko amabandla egcine inkosi komkulu. Kungenjalo ke bekusiwa kulo macule azenzele kwimizi yawo leyo. Amacule lawo abefana nezimiti ezi zabelungu zikoyo namhlanje. Kuba bekusiwa kuwo ngulowo nalowo ufunu ukwenzelwa umkonto, nokuba yintonina ngesinyiti.

28. Uhlobo lokusetyenzwa kwaso:- Xa kuzakutshisa isinyiti, kubaswa inkuni kwensiwe iziko elishushu, ifakwe ke intsimbi, iti ke yakuba bomvu ibetwe, yenziwe lonto kuza kwensiwa yona.

29. Imfuto, ihelesi, nezinto zokusebenza:- Xa kwensiwa imikonto ngesinyiti, bekukandwa ngamazembe awayesenziwa kwangamacule lawo, okukanda. Lomazembe ayebayintsimbinje ebuhjiwey, yaza yabunjwa

/yasicwecwe.....

s774

K11/40

yasicwecwe Ibelesi yokuvutela, yayisenziwa ngesitebe sivutuzwa okwenza umoya kutsho livute iziko.

105. 30. Ingoma nendlela ezingqiwego:- Aziko ingoma zokukanda, mandlela ziqingqiweyo.
31. Ulwimi olungaziwayo:- Akuko lulwimi lulodwa lungaziwayo ngabanye abantu obeluko.
32. Imiteto nezinto ezingenziwayo:- Akuko miteto nanto zingenziwayo kubensi besinyiti, ngopandle kokuba nje izikali ezise zenziwe akufunekei zitsitywe ngabafazi.
33. Izinto ezenziwe ngentsimbi yesinyiti:- Yimikonto, nengqanda, ingcola, intshuntshe, idlaka (inkonjane) udini, isikwili, amazembe.
34. Imisebenzi yezizinto:- Umsebenzi womkonto kukugwaza umtu xa kuliwa emfazweni. Umsebenzi wengqanda, nengcola, nentshuntshe, nedlaka, udini kwane zembe zonke zizixobo zemfazwe. Pofu izembe lona likwasebenza nokucanda kanti umkonto okwahlabo nehagu.
35. Imiteto nezalelo:- Izixobo kufuneka zixonywe entla, zingatsitywa ngabantu abablunqileyo. Akufuneki izikali zipatwe ngelicala libukali. Asipatwa isikali ngapandle koba kuyiwa elutshabeni nase nqhina naxa ke kuhlatywa umkosi.
36. Abakandi nabantu abazimiti:- Abakandi nabantu abazimiti ngabantu abafanayo abo.
37. Impahla yokusebenza:- Xa kukhandwa imikonto kutatwa ilitye lenyangane kukandelwe pezukwalo. Amazembe okuphala izikumba agweda izikumba xa zipalwayo. Xa kwensiwa umkonto kubaswa umlilo ube bomvu. Intsimbi iti yaku bashushu ikandwe ngenye intsimbi nokuba kunge litye ide ibe sicwecwe ibe ngumkonto. Ut i ke ulolwe ube bukali.
38. Ukufunyanwa kobedu:- Ubhedu lalufunyanwa kube Lungu.
39. Ukunyityilikiswa kwalo:- Nobedu xa kuzakwensiwa into ngalo luya tshiswa lutu lakuba bomvu bushushu lubetwe lutambe, kwensiwe ke
106. lonto yenziwayo.
40. Abasebenzi bobedu:- Abona bantu basebenza ubedu ngabe Lungu. Noko yiyonanto ingazange isetyenziswe ngabantu abamnyama.
41. Intloba zokutsala ucingo:- Ucingo lutsalwa ngedyokwe enezikeyi ezibini. Liyatsalwa nangomatshini wokutsala ucingo. Bako ke omatshini bavela kube Lungu. Sasingenabo tina.

/42. Indlela.....

42. Indlela zokwenza izihombo:-

Umxaka:- Umxaka xa wenziwayo uyalolwa ngezitshetshe zokuxhola, ekutiwa zintshengeca.

Umnweba:- Lento ingumnweba yingubo eyenziwa ngesikumba sengwe. Yenziwa zingcibi zakomkulu, isikwe ide ifanele ukwembatwa ~~pinkosi~~ kakade.

Izidabane:- Lento yinto ebhinqwangamadoda. Kusukwa isikumba sewula nokuba lilinga.

Inqwemesha:- Inqwemesha ziyakandwa zenze into yokunxeba inciyo.

Incivo:- Yenziwa ngentsimbi emhlope, ibhinqwa zintombi.

Indvilo:- Kwa Kosa lento ifana nebulukwe yasemLungwini. Yenziwa ngotwatwa. Isikumba sebokwe esisukiweyo kakulu.

Intshinga:- Lusiba lwentaka olubombu oluti litwasiswe umtu olikalipa, kude kutine ngamanye amazwi, "U Twele indwe".

Amajila:- Zintsimbi ezicolwa elwandle zidityaniswa ngambini kwensiwe intsimbi ezinxitywa ngamadoda.

Izikaka:- Zenziwa ngofele lwenkomo, lusukwe lude lutambe. Zinxitywa ngabafazi emidudweni nasezisuseni ezibalulekileyo.

107. Umvambo:- Wenziwa apa esiswini ngezilanda. Yinto ebukela kakuli kubantu ababhinqileyo, intombi nabafazi.

Ingxowa yebokwe:- Yingxowa yokufaka imali. Yenziwa lusukwe lutambe, ifaka imali, icuba nempahlampahlana yomnumzana.

Iwatsha:- Yenziwa ngocingo elubomvu, olumana lunqunyulwa. Inxiitywa ngamantombazana namakwenkwe nabafazi. Yenziwa ngojiko olutambileyo olubombu. Idityaniswa ngendondo.

#### Ezinye izinto.

43. Indlela zokuxhonxa udongwe:- Xa kuzakwenziwa ingqayi nengcaza, udongwe luyakandwa ludityaniswa nesabhunge nokuba lilitye elinkumnkum ukuze lungaqekeki.

44. Ukusetyenzwa komti:- Xa kusetyenzwa umtu uyaxholwa ngentshengeca Amabhunguza, nenduku, namacepe omti enziwa kwangezintshengeca.

45. Ukwensiwa kwamaselwa:- Xa kwensiwa amaselwa kukutshwa intanga, zigqongqwe ngoluti zikutshwe. Kusuka ke ngoku kutiwe ubisi nokuba yintomina ke efakwa apo eselweni.

46. Usinga:- Luyobulwa, lukandwe, lufakwe amafuta, lube ke ngoko lulungele ukutunga, intsimbi nengubo yegusha, nezikaka zenkomo.

/Olwekala.....

Olwekala usinga lona luyapotwa lusongwe lube luninzi, lube yinkata.

Ukuze ke kutungwe ngalo inkuko zabantwana zokwenda intombi ezendayo.

47. Ixolo:- Indlela yokusebenzia ixolo, kutatwa isibara (ixolo lomti) lixotyulwe emtini. Liyagutya lidityaniswe namanzi. Liselwa

108. ngumtu onomqala, linceda ukuba umqalalo ungaboli, xa agulayo. Akuko zinto ziningi zenziwa ngexolo kubantu abamnyama.

48. Indlela zokusebenza ngenca:- Umzingizane yenyenca ezisebenzayo kubantu abamnyama. Amakwenkwe enza ngawo iminqwazi, ngokuti atunge umsingizane ngomnye, ushiyane kangango kuba akuna kuñgena nemvula kuwo.

49. Uxonya:- Ke lona luyalukwa ngabafazi, kwensiwa intambo ezintle kunene zokutunga upahla lwendlu, nomsingizane nawo kukwensiwa ngawo intambo yokutunga izindlu.

Inca:- Inca yokutunga indlu ekutiwa sisiqungu, umngcele nokuba sisilevu nokuba ngumtala isetyenziswa ngamadeda xa etunga izindlu. Ingca yokutunga irelwa ngabafazi kwanamadoda xa etanda.

Indlela yokutunga:- Kubekwe izitungu nokuba zibini zinana zidityaniswa zibetwa ngedekopani, zeke zitungwe ngentambo leyo eti imana itsalwa ngomnye umtu ongapakati endlwini.

49. Indlela yokusebenza ngotwatwa:- Utwatwa lusetyenziswa nkutunga izihlangu ezenziwa ngofele lwenkomo. Inwaba ezi zamasi zitungwa ngotwatwa kumana kugqojozwa apa kulento itungwayo ngenyat�oba kuze ke kutungwe ngotwatwa luyintambo.

50. Indlela zokusebenza ngelitye:- Ilitye kudala bekusensiwa ngalo izembe, ibe lilitye lenyangane ke modwa. Lisebenze ukuxhola zonke izinto ezike elilitye. Xa kwensiwa isingqusho selitye, sixholwa ngeshezili yentsimbi, ilitye lide bibe yilonto yenziwayo.

51. Udongwe:- Zikona ingcali zokwenza ingqayi zomdongwe. Abantu abarweba ngalonto. Nasemtini bakona abarweba ngalonto, inqawe nemisimbiti, abenza induku njalo njalo.

109. Emaselweni akuko bantu bangemacule kuba bonke bayazenzela nje lonto bafuna ukuyenza, iselwa lamasi nokuba ngumcepe njalo njalo. Amacule ako arweba ngokusebenzia usinga lwenkomo nokuba lolwekala. Ixolo lomti lisetyenziswa ngabelungu, kuko abantu abapila kukuxobula amaxolo kumahlati abelungu. Lomaxolo ke kwensiwa ngawo idayi (dye) Bakona abantu abenza ishishini ngokoluka intambo zenca ekutungwa

/ngazo.....

s774.

K11/40

ngazo izindlu. Abenzi botwatwa, kwanaba xozi belitye bako nabo benze ishishini ngokwenza ezo zinto.

52. Imfundu yalamashishini:- Kufundelwa kwaba kwaziyo, kuba umtu ontsundu uyakwazi ukuti akubona omnye isenza into, asuke ayenze naye kwangolo luhlobo.

53. Amashishini omtu wonke:- Amashishini anje ngala mashishini omtu wonke, akanamtu uteni kwatini. Ukuba umtu ufunu ukuxoza amatye usuke aye kucela eNkosini imvume.

54. Eludongweni:- Udongwe luyembiwa paya endle lulungiswe ke ngokuti kukutshwe amatye namahlalutye. Xa kwensiwa izinto zomti zenziwa ngemiti le ipume - mahlatini. Xa kwensiwa izinto ngeselwa kusetyenziswa iselwa eli lipuma emasimini. Usinga lwenziwa ngekala nangesinga lwenkomo (umsipa) Ixolo lenziwa ngexolo lomti lo ukhulayo.

Umsingizane ne xonya nentembuzane zenziwa ngenca ezaziwayo uba zezkwenza intambo yokutunga. Utwatwa lwenziwa ngofele lwebokwe. Ezamtye izinto zenziwa ngelitye.

55. Apo lufunyanwa kona:- Udongwe lufunyanwa emlanjeni, kumhlaba omnyama, nakolubhelu, nakobomvu, nomkhlope. Liyembiwa ngolugxa kutshc kushiyek sekuko imingxuma kwindawo kwindawo ekwembiwakuyo udongwe.

110. Umti kaloku njengokuba ukuba emahlatini nje ufunyanwa imahlatini.

Iselwa lifunyanwa ngokutyalwa emasimini lize liti ke lakufika ixesha litatyatwelwe ekaya. Usinga lufunyanwa enkomani lukutshwe apa emqolc xa ixeliweyo. K,ngenjalo kutatwa ikala lisetyenzwe ke kwensiwe usingga. Inca yeqa ipaya endle nase madotyeni. Iyasikwa ngerengqe, utwatwa lufunyanwa ngokuhlinza ibokwe, ze kusukwe isikumba esi sayo sisikwe sakugqitywa. Ilitye lona lifunyanwa emlanjeni apo luruqwa kona.

56. Xa kuxonxwa udongwe:- Udongwe luqale lusilwe lukandwe lidityaniswe nelitye elinkumnkum. Kuya xonxwa ke emva koko umti xa uzakusetyenziswa ugale ugawulwe uxozwe, ususwe amasebe namaxolo. Uyomiswa ke uti emva koko usetyenziswe. Iselwa liti lakuvutwa likiwe paya emasimini. Liyomiswa ke lize emva koko ligqojozwe. Usinga luya kandwa luxobuke inyama, olu lwenkomo lude lutambe lohluka hlukan. Ixolo liyaxotyulwa nje lona paya emtini lisetyenziswe ke. Inca ivel isikwe paya endle. Iyakandwa imisingi zane yona itambe. Xa kwensiwa utwatwa kutatwa isikumba sebokwe sisukwe side sitambe. Ilitye /lona.....

lona liyaxozwa, lizeke emva koko lixolwe libazwe.

57. Uhlobo elusetyenzwa ngalo:- Udongwe lusetyenzwa ngezandla, luyakandwa ngelitye kucolwe amahlalutye namatye. Umti uxozwa amaqina uze uxholwe emva koko. Iselwa liyomiswa kusi kwe umlomo, kukutshwe intange, lihlanjwe lomiswe. Usinga lukandwa ngelitye lucazu-lulwe ngezandla. Ixolo lixotyulwa liluhlaza emtini. Imca iyasikwa, ihluzwe, ibotshwe ibe zizipa. Izipa ke xa zidibene zizininzi kutiwa sisitungu. Utwatwa lwenziwa ngokusukwa ufele luvundiswe kususwe bonke uboya obu. Ilitye lona liyabawza lixolwe.

58. Ixixolo ezietyenziswayo:- Udongwe lwenziwa ngemandla, ilitye elinkum-nkum ligutwyen ngelitye lenyangane. Umti uxolwa ngezixolo, nebora, nemela. Iselwa lisetyenziwa ngemela noluti, nohlalutye, uhlalutye luyagalelwu ludityaniswe namanzi lihlukuhlwe iselwa. Usinga lukandwa ngelitye lusetyenzwe ke nge zandla lude lutambe. Olulekala luyapekwa ngembiza, luze luvaswe, lupotwe lakoma Ixolo lixotyulwa ngezembe. Inca isikwa ngerengqe ukuze ibotshwe ngamabande. Utwatwa kusukwa ufele ngelitye elinkumnkum, lakutamba ufele olu luyasikwa ngemela, ibe zintambo zokutunga. Ilitye lisetyenzwa ngezando nezixolo zentsimbi.

59. Ininto ekungafuneki zenziwe:- Xa kuxonxwa udongwe akufuneki kucanywe, kusuzwe kwalapa, kuba ezonto zibangela ukuba udongwe luqekke, lube nentanda kwizinto ezibunjiewyo. Xa kubazwa umti, kuse-nziwa intonga namabunguza, kufuneka utanjiswe amafuta nobulongwe benkomo. Umti kufuneka ufakwe endlini apo kungeko langa namoya ukuze ungaqekiki. Amafuta awenzwa aswame kakuhle ungacandeki xa usetyenzwayo. Iselwa alunabucalucalu banto xa lenziwayo. Lenziwa nanganbanina, napina ngulowo ulicule lokulenza. Usinga alunamteto xa lusetyenzwayo konke.

Ixolo alunamteto uteni nalo, luyinto esetyenzisa kakulu xa kwapuke impahla ibotshwe ngalo.

60. Inca yokutunga kufuneka ihluzwe xa ipiwe. Xa isikwa akufuneki kutshaywe kuba ingatsho.

Utwatwa lutanjiswa amafuta ukuze lutumbe. Akaluyeki umtu lude luqotole. Kufuneka umsuki angashiyi suku lupakati xa elusebenza ukuze lungaqotoli. Ilitye alisetyenzwa xa kubandayo, naxa kunetayo. Kufuneka lona losetyenzwe xa kushushu ukuze lixoleke kakuhle litambile.

s774

11/40

60. Ingcibi namacule bahlonelwena?:- Ingcibi namacule bahlonelwe ngomsebenzi wobucule babo.

61. Ibhatala vecule:- Umtu olicule obhatalwa lonto ayibizayo ngo-kwake.

Umsebenzi wasendlini.

62. Ovena mtu usebenza endlini:- Oyena mtu wenza umsebenzi wendlu, yinkosikazi yomzi, nabantwana abazintombi, kuba uyise namakwenkwe kusitiwa nje ngabantu base buhlanti, basebenza imisebenzi yapandle bona.

63. Imisebenzi yabafazi:- Imisebenzi yabafazi, kukuka amanzi, noku-teza inkuni. Umfazi utata ingayi ayiti ngqe entloko, anye kuka amanzi. Xa beyakuteza abafazi benza inkata nge nca, ize ke lenkata ibe ye yoku kusela intloko, kulonyanda yenkuni. Kwelixesa lanamhla-nje abafazi abasaki manzi, abatezi nankuni, kuba kaloku kuko ifaty i zokuka amanzi ezi tsalwa zinkabi. Nenkuni zitezwa ngenqwelo nezile-yi ngamadoda. Ukutshayela nako yinto yabafazi. Ungafika umfazi egu qeza etshayela, ati ukuba ngumfazi olhomba afefe ngamanzi kuqala, ukuze kungaqhuni. Ukusinda nokusula izindlu nendonga ngumsebenzi wabafazi namantombazana. Umfazi ungafika esinda atsho ngezandla

113. ezityabukileyo efuna indlu yake uba igude ibentle, udonga nomgangato wayo. Ukupeka ikwa yinto yabafazi. Kupekelwa endlini ekutiwa yikitshi, ebancinci kune zinye ezi. Ukupatwa kokutya nokugcina ikwa ngumsebenzi wabafazi. Yinto ebukekayo xa umfazi ebonakala ekhutale-le ukwenza ukutya ko apo nje ngonozalakazi.

64. Lomsebenzi wendlu wenziwa nguwonkewonkena: Umsebenzi wasendlini wenziwa nguye wonke umtu obinqileyo. Kodwa xa umfazi okanye intombi ite yanesifo esinje ngesilepere njalo-njalo, akufuneki ipate ukutya, kuba yosuka idale unabenabe lokosulela bonke abantu bomzi lowo.

65. Uhlobo lokufundwa' kwalomsebenzi:- Lomsebenzi awunasikolo ufundwa kuso. Ufundwa ngabantwana konina, abantwana abangamantombazana. Ize batu bekula babe sebewazi umsebenzi wonke.

66. Ixelegu lomfazi:- Kulihlazo uba umfazi abe lixelegu, nento ekohliweyo kukuzi qoqosha izinto zendlu yake.

67. Amagalo anikwa kumfazi olwila:- Xa umfazi esenqena kutiwa, ngu "Vila-voco, uvuka kuvutiwe." "Unomtoboyi" Lonto iteta ukuti

/lontokazi.....

K11/40

lontokazi itanda ukunaba xa abanye besebenza, ize iti ke kwakuvutwa iti nqi intanyana ifune ukuqala idle bengekadli abapeki. Uba indlu ayisetye uzwa kuye kutiwe indlu kabani, "Likaya lezicawu.". Kutiwe ayiyondlu ngu "Robe". Lonto iteta uba akakatali kuke avutulule izigcawu ✕ zendlu yake. Kude kutiwe ngaye lomfazi, hayi nenyoka zingahlala kulondlu. Kutiwe ifana napandle ngobamda. Kwakona umfazi

114. lo uba uyavimba amzi wake utiywa igama kutiwe kuse "Zingcuka" kude kutiwe igam lake ngu "Bhinqela pandle" abanye bebhinqela endlini. Lonto iteta ukuti, uti akuva umtu etateta pandle, ashiye itipoti eziko apume pandle esenzela uba angangeni umhambi.

#### 10. Izinxibo nezihombo.

1. Izinxibo:- Izinxibo zamadoda xizibeshu be sisenziwa ngemfele zenyamakazi, (izibeshu) ebeziti xa kubulewe inyamakazi, kutatwe ufela lusukwe lwenziwe esosinxibo ke ngamacule. Iminweba yeyinkosi, izidwa, ngube nabanumzana. Ikakulu bekuhanjwa, ze emini apa kanti ezongubo neminweba zezokulala exahlukileyo kodwa kwezi zamhla kuhonjiweyo.
2. Izambato zabafazi:- Izambato zabafazi zizikaka ezenziwe ngofele lwenkomo. Sekuko namabhayi ke namhla kwa nezinye izinxibo zasemlungwi ni ezivela mva.
3. Izambato zabantwana:- Ezabo ✕ izambato zingaza zamatole. Inkwenkwe bisukelwa lona, kanti ke eyesikulu inkwenkwe, ibonwa ngokuti ibe nengubo efana nekayise, kanti nentomli yesikulu ifaniselana nonina ngesikaka senkomo.
4. Iminweba:- Iminweba yamadoda ibitungwa ngamacule angamadoda aziwayo ngokubanzi, emveni kokuba ite yasukwa yntamba.

Izikaka zabafazi nazo bezisenziwa kwangamacule, zisenziwa kwanga ba bhinqileyo. Ugaga lenkwenkwe ibisukelwa nguyise.

5. Intu eyenza umnweba:- Umnweba wenziwa ngofele lwengwe, nehlosi, newula namaputi. Izikaka zabafazi menziva ngofele lwenkomo, nengubo zabantwana zenziwa ngemfele zamatole negusha njalo njalo.
115. Indlela zokwenza:- Xa kwensiwa umnweba kutatwa ufeli do lweputi okanye olwengwe, lusukwe ngelitye elinkum-nkum. Luti lwakutamba ke lusikwe ngamacule lwenziwe ingubo ke ngoku ingubo okanye kusikwe

/isikaka.....

isikaka situngwe ngosinga lwenkomo. Ugaga lwetole lona lwenziwa kwa nje ngoku kommweba wenyamakazi. Kusukwa ufele olu, kuze kusikwe imilenze nemikono, lube yingutyana entlana elingana umtuwayo. Ingubo yegusha yenziwa kwangolo hlobo nayo.

6. Izinto ezizinkolo, nezitete, neziyimiteto:- Impahla yabantu abakulwayinxitywa ngabantwana. Ingubo yenkosi kufuneka yahluke, kungabikomtu ofaniselana neNkosi, ngapandle kwenduna enkulu yeNkosi eti yo mbulelwe ngokutembeka, nokutobeka enkosini yay. Impahla yabantu ababhinqileyo kufuneka ihlale kwicala labafazi, apo ingasayi kutsitywa ngabantu base buhlanti. Isambato senkwenkwe esenkenkwenkwe, asinakunxitywa ngumtu ongeyonkwenkwe.

7. Isinxibo sinmitywa ngu wonkewonke na? Izambato zambatwa nangubanina, ngapandle kokuba ke umtu engenakusuka ngubo ifana neyeNkosi. Kwangokunjalo akuko mfazi unokunxiba sikaka sifana neseNkosikazi (Chief's wife).

8. Abantu bodidi olupezulu:- Abantu bakomkulu bebesembata ingubo ezenzive ngesikumba sengwe, neputi.

9. Abantu abatile namakesha atile:- Izikaka zamakosikazi zahlukile ezemini, kanti ngemihla yemidudo, nemitsato, nezisusa, kufakwa eziny ezenzwelwe lo mateko. Amakosikazi wona aii ngalomini, abhinge izikak  
116. zenyawakazi.

10. Abangena ebukweteni:- Bona abantu abangena ebukweteni, batunge-lwa imfele zegusha, zakuba zisukiwe zatamba.

11. Isambato seggira:- Iggira lambata ingubo yenyamakazi, lize litwale umnqwazi wemfene. Lowo ke ngumnwazi owenziwe ngofele lwemfene

12. Abantu abasezileni:- Abantu abasezileni bambata kwanjengesiqelo abatshintshi kodwa babebonakala ngokugungxa, nokuguya inwele nokuxaka ta. Ngelixesha lasemLungwini babonakala ngesinxibo esimnyama iti uba yimibhaco ingabi nalenti.

13. Amadoda emfazwe abhinqa imfele zenkomo. Akembati xa esilwa. Lomzimba ungentla awugqunywa nganto.

14. Ezisuseni, Amadoda afaka iminweba yawo, yezisusa, abafazi bona batsho ngezikaka zenkomo.

15. Isambato sasenkundeni ikwasesi saekaya, asahlukanga nakancinci.

16. Isinxibo sabafazana sifana nje nesomtu wonke, koko isiko lelokuba maba gungxe, bafake izikaka zenkomo. Lontoke icacisa ukuba lowo noumtshakazi.

17. Isinxibo sengentsi zizidabane, nentsimbi kwelixeshi lesi Lunguke.

18. Izinxibo ezinxitywa kunye:- Kwezabafazi xa kunxitywe izikaka kwembatwa izibhaca. Amadoda embata iminweba, apate ingxowa zebokwe anxibe izasawe emqaleni, nengcaca entloko nezidanga.

Izihombo.

19. Izihombo zakwa Ntu:- Izihombo makwa Ntu ngamaso, amatantyisi, amagaba, amayila, amapoco, amadiliza, amatumbu, Izihombo zezipanga, 117. zimixaka, amapondo, iwatsha, imbotoza, namasinda. Imisesane nayo iko iyakandwa ngezacolo.

20. Indela ezenziwa ngayo ezizinto:- Amaso xa enziwayo kufakwa amaso elusingeni. Amayila adityanisa ngotwatwa lesikumba sebokwe. Amagaba anxietywa endlebeni, ekandwa ngesacolo. Amatantyisi ayahlolwa kwahje ngamaso. Amapoco, amadiliza namatumbu ayatungwa wona ukwenziwa kwavo ngosinga nokuba yirali. Umxaka nyabazwa ngezixolo zawo. Impondo ziyatengwa, nembotoza. Iwatsha iyakandwa ngumtu, ayilingani-sele esihlahleni. Kwa namasinda ngokunjalo. Imisesane ikandwa ngezacolo xa yenziwayo.

21. Umenzi wamaso:- Amaso enziwa nanguwupina umfazi. Zonke zenziwa ngabafazi, ngapandle kwewatsha, nesinda, nomsesane, enziwa ngamadoda.

22. Indela ezinxitywa ngayo:- Amaso anxietywa emqaleni. Amayila anxietywa emqaleni nasesihlahleni Amagaba anxietywa endlebeni, Amapoco namatantyisi emqaleni, Amadiliza esinqeni nasesinyaweni. Amatumbu emqaleni. Imixaka inxitywa esipangeni. Impondo, newatsha, namasinda esihlahleni, imbotoza esipangeni, imisesane eminweni.

23. abantu abanxiba amaso:- Amaso anxietywa ngabantwana nabantu abakulu. Amayila ngawamadoda amakulu. Amagaba ngawabantu abatsha. Amapoco ngawabafana, amatantyisi ibe ngawa bantwana nentombi. Amadiliza namatumbu anxietywa ngabafana. Imixaka yeyabalumzana, ixinxibomocaka awa nentsimbi ekutiwa ngamazinyo enja. Impondo zinxitywa ngamkwenkwe, kwamamaqqa. Iwatsha ngabafana nentombi. Amadiliza namatumbu anxietywa ngabafana. Amasinda anxietywa ngabafazi. Embotoza ye-yabafana nentombi kwane misesane ngokunjalo. Zinxitywa ezijadwini nasemixhentsweni. Amadoda amakulu azinxiba emigidini nasezisuseni Abafana nentombi, emigidini, ezintlobeni nase zimbutweni. Amakwen-kwe ke wona emitshotshweni.

/24. Abantu.....

24. abantu abafanelwe yimixaka:- Imixaka yeyamafana Nkosi, abantu abazibalulayo ngetuba lemfazwe. Ikwanxitywa ngabantu abane wonga, abanumzana ukuteho eko kwanamajila.
25. Uhlobo lokwaluka inwele:- Inwele ziyolukwa ngamantombazana nabafazana, zilukwa ngesandla ziti zakubande, zibotshwe, zenziwe unwele olunye. Ziti xa zilukwayo zenziwe ngomhlongoti otshisiweyo.
26. Ziyacetwaywa na? Inwele ziyacetywa ngemela, intloko ibentle, ifane nobuso.
27. Ucebo lwabaniwana:- Abantwana xa bacetywayo, bashiywa isicolo, apa ebucotsheni. Abantu abakulu baceba bangashiyi nwele. Abafazi namadoda baceba ngokufanayo. Yonke imezi iceba ngandlelanye xa inga Mamfengu, kanti namampondo aceba ngandlela nye leyo yobu Mpando.
28. Izinto ezenziwa emzimbeni:- Into eyenziwa emzimbeni ngumvambo esifubeni nasesiewini, nasezingalweni. Umvambo ke wona wenziwa ngameva omqaqoba. Ebusweni kwenziwa umkoxo, ekutiwa yigesi Imbola nomdiki nazo ziyasetyenziswa ukuqatywa ubuso. Akuqatywa yonke indawo ebusweni Imbola iqatywa ihlise izihlati, itate impumlo le.
119. 29. Imigca:- Imigca kutiwa yigesi, eyembola kutiwa kukuzoba. Umvambo uba ngamacokoza.
30. Amagam ezi zinto:- Ngumvambo, yigesi, nomzobo.
31. Ixesha ezenziwa ngalo ezisinto:- Umvambo wenziwa xa umtu eqala ukuba yintombi, ahambe izisusa negesi kwangokunjalo. Ummobo wona wenziwa xa umtu selemdala.
32. Yenziwa nguwonke-wonke na? Umvambo, igesi, nomzobo, zenziwa ngumtu wonke otandayo, aziketi. Lowo utandayo wenza ngohlobo atanda lona.
33. Iyantluko yomvambo:- Umvambo uyahluka kubantu ababhinqileyo nabasebulanti. Umzobo negesi ngowabafazi bodwa. Umvambo uyafana nokuba umtu mncinane nokuba mdala. Umzobo negesi ukwanjalo nawo - awahluki ngokuba umtu engakanani. Uyafana kumahlwempu, izinhanka nabapina abantu. Awahluki ngokuba omnye etshatile omnye engatshata - nga uyafana.
34. Izinto ezenziwa ngabantu:- Umtu uyavamba, omnye enze igesi, omnye aggoboze indlebe, ukucaza ebusweni nasemzimbeni, ukwaluka kwa - makwenkwe.

/35. Ukunqumla.....

35. Ukunqumla umnwe:- Ingqiti, okokukuti ukunqumila omnye umnwe, asililo siko lamalfengu likumaxosa.
36. Ukugqojozwa kwendlebe:- Lisike letu malfengu ukugqoboza indlebe
37. Ukugugula indevu:- Ukugugula indevu lisiko letu.
38. Ulwaluko:- Akwaluka kwamakwenkwe lisiko letu.
120. 39. Ukukutshwa kwamazinyo:- Amazinyo akakutshwa kuti, yinto yokuhomba amazinyo amahle, akenziwa nto, ngapandle kokugoanwa ecocekile ngotutu, nalahle.
40. Izinto ezitambisa umzimba:- Umzimba uyatanjiswa ngembola, nanga mafuta. Ukuqaba imbola bubuhomba obuhlale buhlale benziwe, kanti ke yomana ihlanjwa imizimba maxawambi.
- Ukumita 11. Ukuza la.
1. Imiteto yomtu omitiyo:- Umfazi omitiyo uyazizila into ezitile akatyi matapile, matanga, nesibindi, nezinto eziwiti, nezinto ezi-mkuma zonke. Kufuneka anganxibi zinto zininzi, zinabuxakaxaka emzibeni wake, eziyakuti umzimba ziwoqinise. Kufuneka anxibe impahla elula nekapukapu. Akufuneki alunguze atande ukuroba pandle. Kufuneka apume qengqeletele pandle xa aroba into. Akufuneki eme.
  2. Izinto ekufuneka angazensi:- Emsebenzini kufuneka angasebenzi zinto zinzima gqita, kuba ubutataka, kungafuneki nohuba ahambé engqe leni.
  3. Ukutya akuzilavo:- Ngamatapile, amatanga, izibindi, zonke izintezimkuma neziswiti.
  4. Izinto angezi jonsiyo:- Akuko nto angayijongiyo.
  5. Indawo angayikuze:- Bubuhlanti, licala lamadoda nasse zinku-ndleni.
  6. Izinto angazitetiyo:- Akuko nto angayitetiyo, ntonje, kuko izinto ekufuneka angazenzi.
  7. Izinto ekufuneka amenze xa emit i umtu:- Kufune umtu omitiyo atobe, angazenzi izinto ekutiwa makangazenzi. Kufuneka asele isicakati sake.
  8. Inkangeleko yake:- Imbonakalo yomtu omitiyo iyatshintsha nezinxiibo kwangokunjalo.
  9. Isimilo somtu omitiyo:- Umtu omitiyo ngokubhe kiselele endoden yake siya tehintsha, kuba umfazi omitiyo unomsindo ngokwendalo. Kan ke popfu eyonanto ifunekayo yeyokuba makayitobele indoda yake.

/Siyafana.....

Siyafana isimilo sake kumtu wonke noxa ke engumtu onolaka kubantu bonke.

10. Apo ahlala koni:- Umtu omitiyo uhlala emzini wake ngapandle kokuba esiti xa aya kubeleka aye kubelekela kowabc. Ababelekisi ngumina okanye onina!!
11. Umfazi xa emitisi:- Akuko salelo soba umfazi angulali nendoda yake kuba emitisi.
12. Uhlobo lokupatwa komfazi omitivo:- Ewe umfazi omitiyo upatwa kakuhle ngapezulu kwabanye abafazi. Uhlonelwe ngabantu, kuba ngumtu oshushu nonolaka, nekulindelwe into entlekuye.
13. Amagama awahlukileyo:- Umfazi omitiyo uba namagama atile, awodwa. Umtu omitiyo kutiwa unzima, kutiwa sisimisane.
14. Ukudla x akupiwayo:- Ukudla akupiwayo kukudla akutandayo, okona kunencasa kuye. Inyama yiyonanto ayitandayo. Naxa bekobona abangayitandiyo.
15. Xa efuna izinto ezingabileyo:- Uba ufuna izinto ezingabileyo, ziyafunwa zide zifunyanie.
16. Arandla nobucopo:- Umfazi omitiyo ufana nabanye ngamandla nobucop.
17. Izinto azenzayc:- Akanako ukuxela izinto zingeke nzeki, engakwazi nakubona izinto ezingaziwayo ngabanye abantu.
18. Amapupa omtu omitiyo:- Wona amapupa omtu omitiyo afana nawomtu wonke.
122. 19. Imiteko yendada emfazini omitivo, neginto engenzivyo:- Indoda kufuneka engambeti umfazi xa emitisi, nokuba selesona, imyeke nje. Indoda ayiteni mphala umfazi emitisi, ayingeni emgodini.
20. Ukwaziwa kontwana esesiwini:- Kunokwaziwa uba umfazi umiti intombi nokuba yinkwenkwe.
21. Inte evenziwa emfazini ozala intombi zodwa okanye onyana:- Okokuba umfazi ozala intombi zodwa, okanye amakwenkwe odwa, uyamise-lwa ngamayeza exwele.
22. Umiseloi:- Umfazi unokwenziwa azale intombi nokuba yinkwenkwe xa betanda abantu.
23. Xa umfazi ehlelwe yingozi:- Umtwana xa ate unina wehlmelwa yingozi, uti akuzalwa abonakale longozi ibonakale kuye apo xa ngaba

/yade.....

yade yafikelela kuye kungenjalo usuke apume isisu, unina lowo. Izinto ezityiwa nezenziwayo ngumfazi omitiyo, azina nto ziyyenzayo mayela nento azakuba yiyo umtwana. Intombi nokuba yinkwenkwe.

24. Imbonakalo yomtwana:- Umtwana akanako ukwenziwa afane nendoda engenguye yive.

25. Ukutata komfazi:- Umfazi unako ukutata nokuba ulele kanye nedoda.

26. Ukukanyela ityala:- Indoda ayinako ukumka nyela umtwana ngesizatu soba ilele kanye nomfazi.

27. Ixesha lokumita:- Inani lentsuku zokumiti komtu, ukuya kuzala, liyaziwa.

28. Inte ebawayo:- Kubalwa inyanga emtwinini ukususela mhla wanqamka, kuye mhla wazala.

29. Ixesha lokuzala:- Liyaziwa lona ngabafazi.

30. Ukutyiwa kwamyeza:- Amayeza ayatyiwa xa umtu egula, naxa isisu sifuna ukupuma, emtu unxiba umzi oneyeza. Ukunganda izinto ezimbi 123. kumfazi omitiyo nasemtu aneni omitiweyo, kusetyenziswa amayeza, skubingelawa.

31. Izinto ezenziwayo kumfazi omitiyo:- Uyahlikihlwa, ahlanjwe, atanjiswe.

32. Inte ayibbingayo:- Ubhinqa umzi oneyeza esinqeni, akabbingqi bantu.

33. Inte eyenziwa amabele:- Amabele akenziwa nto ngumtu omitiyo.

34. Amalungiselelo awenziwayo:- Inte eyenziwayo ziziziba zokushubelisa usena, nazo zonke impahla zomtwana.

35. Ukupuma kweziwu nokumelwa.

36. Inte ebanga kupume isisu:- Isisu sikutshwa kukutwala izinto ezinzima, nokutsiba imikondo emibi, ukubetwa, ingozi nokulwa.

37. Ukwakeka komtwana omitiweyo:- Kukuti umfazi eme angayi exesheni.

38. Ukukutshwa kweziwu:- Xa intombi x imiti, nokuba ngumfazi ote wamita indoda yake ingeko, okanye ngokungekosikweni, aze ke azame ukukupa esosisu, x ukuzama ukuquma ihlazo, uyenza ngendlela ikohlakeleyo lonto, ngokuhomfa, kuba esazi ukuba wohlazeka, akwaziwa uba ufumene ukumita. Lonto yenziva ngamayeza amaxwele, angcole kunene, amanye /afunvanwa.....

afunyanwa ku Masilamsi. Okanti umfazi noba umiti endodeni yake, ogqira bayasikupa isisu xa bebona uba asimanga kakuhle sakulimaza umzalikazi.

39. Ukukutshwa kwasisu:- Ukukupa isisu akuko mtetweni, nowalupina uhlanga, kwayeke ilelona nyala, nehlazo elikulu, kumahlazo omhlaba xa 124. umtu ate wenza lonto, waze waziwa.

40. Umtu okupe isisu:- Umtu okupe isisu uyadliwa, ngenxa yokwenza into engecolileyo, ukubulala.

41. Ukughomfa:- Indaba yokuhomfa yinto efihlwayo ngabantu abangco-lileyo, kuba beguma ihlazo kwintombi zabo, befuna zende njengentombi. Bambi abantu bat i bakuyibhaqa lento ingekenzeki, bazame ukuyipelisa, kuba benga funi hlazo emzini wabo.

42. Usana blughomfiweyo:- Xa umtu eqhomfile, usana elo lwembelwa pandle.

43. Umtu oghomfileyo:- Into eyenziwa kuye kukungxoliswa, axeletwe uba wenze into embi, angaze apinde.

#### Ukuzala.

44. Apo kuzalelwa konas:- Umtwana uzalelwa endlwini yokulala. Uzale-lwa emva kocango, elufeleni legusha.

45. Ungando lwabantu:- Akoko nto yenzelwa ukunqanda abantu, ngapandla kokuba kubako umfazi chlala ngasemnyango, angande abantu abezayo abangafunekayo kulondlu.

46. Ukungandwa kwabantu:- Abantu bayanqandwa bangayi kwindlu ekubele kelwayo kuyo. Umtu uyazala nokuba uyedwa, kuti ke xa kuko into exaki-leyo kuyiwe kubizwa umtu ongumzalesikazi nokuba ungum-melwana nokuba akanguye.

47. Abantu ekufuneka babelko:- Xa kuko umtu obelekayo kufuneka amako-sikazi, okanye abantu abangabona bakolekileye, kulomtu nezalayo. Ama-doda wona acasekile kulo mcimbi wokuzala kwabantu.

48. Apo indoda ibakona:- Indoda yomfazi xa efumana umtwana iyibiko, iyapuma imshiye nabazalisikazi abati ke bayisele indaba kulondlu ihle-li kuyo.

125. 49. Abancedi:- Abantu abanika uncedo ebantwini abazalayo iba ngama-kosikazi. Xa umtu ate waya kuzalela ekayeni lake lokuzalwa, uncedwa ngunina.

/50. Indlela.....

50. Indlela yokuzalisa:- Kushukunyiswa isisu ngumfazi otile, uyagua, asishukumise ngezandla nomzaliswa ekwa guqile. Ngumfazi ongatwele nto entloko, engancebeti, ubinqa unomtitshi.
51. Iyeza elisetenziswayo:- Xa kuncedwa umtu obelekayo, iyeza elisetenziswayo, yimbelekisane iyeza lesi Ntu. Umtu upunga amanzi ashushu.
52. Ukupatwa kwabantu abamelweyo ukuxatyelwa:- Xa umtwana ezekakubi ekuzaleni, kufunwa amaculekazi, abazalisikazi abanesandla. Bona ke bafike bahlambe izandla ngeyeza, bamtyale umtwana abuyele emva, ade eze ngentloko, abe nokuzala ke. Umtu uyatotywa nangamanzi ashushu. Kukangelwa ke ukuba umlizanyana uphumile na, aze ati ke lowo ayinyangi leyo lonto anikwe inkomo.
53. Imbangi yokumelwa:- Umtu uyamelwa ngemxa yokuba kusuke kwenzeke nje, kungeko nto, ingunobangela walonto. Akamelwa kuba eberexezile okanye bekuteni betu.
54. Izinqulo zakudala:- Kudala kwakunqulwa izinyanya, xa umtu emelwe Namhlanje sekusuka kwensiwe umtandazo. Kuti ke xa kute kwalicamagu, wazala umtu lowo kutiwe umtwana ngu Nomtandazo okanye uNombulelo njalo njalo.
55. Ukubhubha komfazi engekangedakali:- Ukuba umfazi ufa engekangedakali, akuko nto yenz iwayo ukusindisa umtwana kuba zeke selefile nomtwana ngawona maxesha mafinzi.
56. Ints eyenziwa emtwaneni:- Ukuba umfazi ufe kamsinyane emva koku-  
126. ba ite wazala, umtwana uyagcinwa, ongiwe ati ukuba uya pila aphile ade abe ngumtu.
57. Xa kusandukuzalwa umtwana:- Xa umtwana asandulukuzalwa, uyahlanjwa ngamanzi afudunyeziweyo, nesepu, aze osulwe kwakuggitywa, abekelwe inkaba yake kakuhle ngotutu oludala.
58. Ukunqunyulwa kwemfesane:- Ints ekunqunyulwa ngayo imfesane yingcongolo nomcinga. Kwezimini seyinqunyulwa ngesikere. Imfesane isikwengumzalisikazi xa eko kanti nonina womtwana ukwazisikela imfesane yomtwana wake. Iti imfesane yakuggitywa ukusikwa ibekelwe ngotutu oludala.
59. Umlizanyane:- Uyabotshwa ngesiziba wembelwe egumbini. Kodwa bo<sup>e</sup> abakwa Radebe abawembeli, baya nawo emlanjeni, bahlale pantsi kude /kuvele.....

kuvele unonkala, bawunikezele kuye.

Amawele, abantwana abazalwa bebaninzi, negilima.

60. Ukuzalwa kwamawele:- Amawele xa ezelwe kuyavuywa kakulu, kuba abantu bayawatanda.

61. Into evenziwa xa ezelwe:- Xa kuvele amawele kumiswa imihlontlo ibe mibini. Omnye uba ngowelinye iwele, nomnye ngokunjalo. Ke xa ehlanjwa, ahlanjelwa pantsi kwayo. Utu okokuba omnye walemihlontlo uyabuna kuqondwe uba elinye iwele lizakududa.

62. Amagama angaqele kanga aseetyenziswayo:- Amawele ngabantu ababodwa. Xa ligula kutiwa liyazenzim. Xa lifile kutiwa lidudile. Ukuba libhubhile elinye kubako ubutile-tile kude ke kufakwe nelihleliyo ebhokisini libe likutshwe. Kutatwe impahla yeli lihleliyo inxitywe,

127. kweli lidudileyo.

Abantwana abazelwe bebatatu okanye izilima:- Aba bantwana banjalo bayagcinwa bondliwe. Akukonto benziwa yona iyenye.

64. Umfazi ozele abantwana abaninzi:- Into yokuzalwa kwamawele, nalupina ke uhlolo lwabantwana olungaqelekanga, ayibakwa tyala mtivin. kuba suba iyintando ka Tixo leyo. Pofu iko yona inteto eti, ukuba uhleke umtu osilima nosifombo, nawe uTixo angasuke akupe inzala enjalkanti uyakohlwaya.

65. Inzala engaqelekanga:- Inzala nokuba injanina ibangwa yintando ka Tixo. Akuko mtu unamandla okwenza uba inzala ibembi okanye ibe luuhlolo olungaqelekanga njalo njalo.

Ukufukamiso (Ituba lokufukamo).

66. Umfazi osandulukazala:- Umfazi osandulukuzela ufukamo intsuku ezilishumi, chlali efukwini. Emva koko ke uyapuma endlwini yake, abenokuhlangana nabanye abantu.

67. Ixesha avibona ngalo indoda yake:- Indoda iti yakuva uba umtwanuzelwe, isuke iye kumbona umtwana wayo, kwangalo mini, xa sekulungisi wc ngabafazi.

68. Emva kofukamiso:- Emva kwezintsuku zilishumi, indoda yenza imbeloko ngebokwe. Ufelelwwe bokwe leyo, lubeleka umtwana.

69. Into eyenziwa yindoda emtwaneni:- Indoda iti yakumlozelwa umtwana wayo, imbuke, imjunge imtanda kakulu ngobubele. Ayenzi nto yimbi.

/70. Ukumjongisisa.....

70. Ukumjongsisa umtwana:- Akuko sitete siti indoda mayimecokise ukumkangela umtwana, kuba iyamazi ukuba ngowayo.
128. 71. Imiteto nezalelo ngetuba umfazi nosana besefukwini:- Umhambi xa efikile kufuneka alutate usana alulekeze kuba ulumkele ukuti kwindawo ebehamba kuzo, utsibe imikondo. Lento ke yenze otuke, akale. Umdlezana udliswa inxoxa, isidudu, ukutya okwenza ukuba makabe namasi. Inyama akayidli namasi, wonke umdlizana. Umtwana udliswa isicakati, ujejane nosikiki. Kukudla okukosana olungekapumi kanti kukwaliyeza futi. Umdlezana uzipata kakuhle. Akadibananendoda, akufuneki ahambelalini atsibe imikondo embi, kuba umtwana angagongqoka ufokoto, enzakale. Umdlezana uyagadwa ngabafukamisi nendoda yake angati sa elalini. Kufuneka alulame azizile izinto ekungafuneki azitye. Namqanda ngokwesiko kufuneka angawatyi.
72. Ukunyangwa kosana:- Usana luyanyangwa Linikwa iyeza lokuba lingabinakotuka. Eloyeza lifakwa apa emqaleni.
73. Ingozi zosana, nonina:- Usana xa lungafakwa nga kubalo emqaleni lusengazini yokutuka lwenzakala lugongqoke ufokoto. Xa unina engazi patanga kakuhle engumdleza (Xa asuka ametche, okanye arexeze) usana alubi nampilo entle konke. Xa ehambé kakuluunina, ehamba etsiba imikondo emibi, usana lungenzakala lufe.
74. Xa unina epumile efukwini:- Utí ke umfazi akupuma efukwini, kuhlinzelwe abafukamisi ibokwe. Lento yenzelwa ukuvuyisana nomdleza kuba efumene umtwana omtsha. Ufele lwalo bokwe lwenziva imbeleko yosana olo.
129. 12. Ubuntwana (Infancy).
1. Ukupuma efukwini:- Utí umdleza akupuma kulandlu beluzalelwé kuyo usana, akufika kwenye indlu, uyalulalisa ngomhlana apa emnyango, alugcwayele ngotutu ebunzi nasenkabení, aze ke alukubaze, oko kukuti alucile kwezondawo bezi gowayelwe ututu.
  2. Usana luyayiboniswana inyanga? Hayi asilisiko elo.
  3. Utiyo Lomtwana:- Hayi ayilosiko letu tina eli lezinyanya, kuleke into yotiyo lwabantwana.
  4. Unina wosana:- Unina akasoloko ehamba nosana. Xa emka apa ekaya uyalushiya usana.
  5. Umenzi wembeleko:- Imbeleko yenziva nguyise omkulu womtwana, ngokusuka ufele lwebokwe lusikwe kakuhle, lube nendawo yokubeleka /imilenze.....

imilenzze le ke. Irolwa kwanguyise omkulu womtwana le bokwe, Ayinanya ngwa yona ngokwayo.

6. Imiteto yentsana ezincinci:- Usana kufuneki luhlanjwe kucasa, no kutshona kwelanga. Usana ngokwesi Xosa luyadliwa naninina xa lukala Akuko xesha linjani. Ukuba aluvumi kutya luya rarazwa ngetshova. Luncanca kunina, lutyiswe namanzi, emva kwamanzi ludliwa ubisi. Xa luludatlana lutyiswa amasi. Usana lulala nonina, ecaleni kuka nina. Umtu olugcinayo ngunina walo, lude luqabuke, lube ludala, oluti ke emva koko lugcinwe ngumtwana oselete dlwandlu, xa unina axakekileyo.

Ukuncanca:- Usana luncanca kunina ebeleni lake.

7. Xa umfazi esisaqaga:- Xa unina womtwana esisaqaga, umtwana wondliwa ngokudla kwabantwana, okunje ngamanzi abilisiweyo, ubisi kwa 130. namasi ne nembe. Ngelikesha langoku sekuko nez into ezitengwayo ezinje nge Maxina, Ncumbe, Neutrino, neKlim, njalo njalo.

8. Usana lomfazi osisaqaga:- Asinto yenz iwayo ukwanyiselwelwa kwo mtwana womnye umfazi komnye.

9. Ukukula kumtwana:- Umtwana xa aye ekula ugale sqingqiswe. Utike aye eqina, efundiswa ngunina, nomgini wake (nurse) uti ke arane ebambelela ezintweni, naseludongeni lwenslu afunde ukuhamba ngolohloba

10. Invano nabanye abantwana:- Abantwana bayatanda ukulwa, kuba omnye usuke ambete omnye, aze nomnye apindiso, kukaliswane ke. Balwa futi bona, kanti nokudlala, kuxoliswane kwangoku yinto yabo.

11. Izifo, nenkatazo zabantwana abancinci, namayeza azo:- Izifo zabantwana abancinci sisitipu, nesisu, nokohlo-kohlo, namahlaba, nobushushu, nokuqina. Zonke ezizifo zinamayeza esantu ezinyangwa ngawo. Ukuqina kunyangwa mgokuti umtwana acinywe.

12. Umtwana owa amazinyo:- Xa umtwana esiwa amazinyo kutiwa uykumka. Yintanga ekumkayo. Ke ababulawa ngenxa yalonto.

13. Isiko, xa ekumkile umtwana:- Umtwana xa ekumkile zekuvele eliny izinyo okanye amazinyo okuqala, kusilwa utsyalwa bokuba umtwana ekumki-le waza wapuma amazinyo. Xa akumkayo umtwana ulijula ngemwa apo angasayi kulibona ati, "Ntloyiya tata elizinyo lidala, undipe elitshe"

14. Abantwana abondliwe ngumtu omnye:- Xa abantwana besondliwa mtu

131. mnye, bezalwa ngabantu, ngabantu, babisazana ukuba abapumi mtwini mnye. Batatana nje ngamawele, nabo bapatane ngololuhlo.

15. Umtwana ovele kugala:- Umtwana ovele kuqala, amazibulo, uhloni-phekile kakulu, kwisizwe esimnyama. Uhleli uketekile nje ngenkulu nanje ngomtu owazi konke okomzi njengovele tanci. Ovele mva kutiwa nguntondo itunjana. Untondo utandwa kakulu ngunina noyise kuba ngumtwana osoloko esizaleka ngenxa yokuba enguyena usisinci nemvela mva.
16. Umtwana ofakwe emzini:- Xa umtwana efakiwe emzini, usiwa komkulu, aboniswe inkosi ukuba ufakiwe kulendlu. Uyindlama fa yalendlu, kuba kungeko nyana. Uyacazwa komkulu, kanti xa kungeko mtu uzalana naye woba lilifa lakomkulu.
17. Amagama:- Umtwana utiywa nguyise mkulu. Utiywa nje nalipina igama. Kuqingwa ngabantu bakudala, kutiywe ngabo. Okanye kutiywe ngomtu obalulekileyo, nowayetandwa. Kuqeletekile ukuba umtwana atiywe ngusuku azalwe ngalo, kutiwe ngumvulo uba wazalwa ngomvulo. Kutiwe ngu homgidi uba wazalwa kuko umgidi. uNomfazwe uba wazalwa kuko imfazwe ozziyolo ukuba wazalwa konwatyiwe clangalibale abazalwa nge Mbalela no Kedamile abazalwa ku kedanyiwe.
18. Uhlobo lokutiywa kwegama:- Igama litiywa nje ngulo mtu, kuvu-nyelwane ngumtu wonke, ukuba lamkelekile.
132. 19. Ukutshintshwa kwegama:- Asinto ike itshintshwe lento iligama. Oko atiyiweyo utiyiwe. Kuti ke kodwa xa kute kanti utiywe nge Nkosi ati umzali ngokoyeka ukudliwa alitshitsise amtiye ngelinye okanye ati ukuba wayene linye, kusetyinsiswe lona.
20. Xa kutiywa igama, akuxelelwaggira kuba lonto ikude nalo.
21. Ixesha legama:- Ewe igama lake umtu lihdala ade nfe nalo.
22. Amagama obubhem:- Amagama ako ati umtu alifumane bumini, amagama obubhem, nawobukalipa. Kudla ngokutiywa amakwenkwe apuma ekusokweni, abakweta. Nasentlombeni bayatiywa ngobunxentsi babo.
23. Intlobo zamagama:- Abazali bababiza abantwana ngala magama betiye ubusameni babo Kwaneziteketiso zonina. Abantu abango Ntanga batana xa bebizana, "Ntanga" Abantu abukwibuto elinye babizana ngamaga obuntsizwa anje ngo, "Samente, Mayibenye, Balaresi, noNgidi warantshontsho" njalo-njalo.
- Abantu abaqelene nje kodwa babizana ngoyise ngokuhlonelana. Indoda umfazi imbiza ngokuti "lbaco wam," okanye iti nobani. Ngokugama awalitiywayo mhla wenda elinje ngo, "Nomantyi, Nohombile, no Wisile" njalo-njalo. Umfazi uti xa esabela, "Buti kabani," Okanye /usabela.....

usabela ngesiduko sendoda yake. e.g. iti, "Nomantyi." ati umfazi, "Mtembu."

Kwelikeshha langoku babizwa ngeziduko. Indoda xa ibiza umfazi wenyenye imbiza negama lake lomzi okanye ngesiduko. Ati xa esabela, "Weyi"

133.

### 13. Ubutsha.

1. Imfundiso:- Xa abantwana besebancinci:- Abantwana abancinci elona tuba likula balicita ekudlaleni, besenza onopupi, neminye ke imidlalo, enje ngokupuca. Bati ke njengo kuba bekula, bafunde imisetyzanza ebalingeneyo, enje ngokugcina abantwana abancinci njalo njalo.
2. Imisebenzi abayenzayo:- Bafunda ukuka amanzi ngebekile ezincinci ukutshayela, nokurugula ngeminyazana, nokusila xa beya bekula.
3. Imidlalo yabo:- Badlala lemidlalo icekwa, undize na? unochele, nonkce-nkce-mlanjana, nehaluhalu. Amakwenkwe aselesalusa afunda ukuxonxa udongwe enze, inkomo, amahashe, nenqwele, nazo zonke izinto abazibonayo. Utinti, nokutiya intaka, nokudada, nokulwa ngentonja, nokutelekisa inkumzi zenkomo, nokukwela amaqegu, nokuzingela impuku nentaka, yonke le yimidlalo yamakwenkwe xa esalusa.
4. Imfundo:- Izinto ekufuneka bazazi ngentloko zikibongo zenkomo zakomawabo ezinje ngenkunzi namahashe okubalekisa anezibongo. Afunda nokubonga intaka, nezigu atiya ngazo, afunda nokwenza ikwelo, nokulinganisa udyakalashe, nezinye izinto. Ukudada sekuxeliwe nezinye izinto azifundayo kumbuzo wesitatu.

134. 5. Imbeko:- Bayaqeqeshwa ekubeni bakvazi ukuteta babekane, babe nembeko nakubantu abadala. Imbeko kukuhlonela nokubeka abadala ukuze mbe naso umtwana ukutandeka. Bayafundiswa ukutunywa nokutumakalala, imbeko, ukunyaniseka, ukuba nobubele nokukwazi ukwabelana ngayo yonke into umtu ayifunayo.

6. Abantu ababafundisayo:- Lemfundiso bayifundiswa ngabazali babo, nangabadala kunabo nangabantu nje nabeminye imizi.

/Ukufikira.....

Ukufikisa.

K11/40

7. Xa umtwana engekafikisi:- Umtwana oyintombi upatwa njengomtwana lonke ixesha angekafikisi. Kodwa xa afikisileyo ebuntombini ugala afundiswe ubuntombi, nendlela yokuzipata njengentombi. Intombi ifundiswa ngumina, nezinye intombi ezindala kunayo, ezinje ngodade wayo. Ukuba ingumtwana wamazibulo ifundiswa ngodade-boyise. Ifundiswa indlela yokumetsha (ukulala) nabo bonke ubugocegoci bobuntombi, zezinye intombi. Inkwenkwe nayo iyafundiswa ukuba ikwituba lokumitisa nokwenza ingozi (ukona) ifundiswe ukuba izilumkele xa idlala, ingalandelwa sisihewula.

8. Intombi xa ingena ebuntwini:- Xa intombi ingena ebuntwini iymbatiswa, kuxelwe ibokwe ekubeni igalile ukuya exesheni. Iti ke ngoku ihlonitswe kuba ingene ebuntwini obukulu, ebuntombini. Lento iyaxelwa kuba ntu bomzi lowo. Enkwenkweni akuko nto injalo kude kufike umhla eyoti isokwe ngawo, ukupuma kwayo etontweni.

135. 9. Izidlo:- Kuyagcwywa kuxhentswe kuba kaloku ibokwe yalo mcimbi wentombi uxelelwa ibokwe usilalwe notywala.

10. Ixesha intombi ihlala yodwa:- Ituba intombi ihlala yodwa kutiwa yintonjane. Intonjane ilandela ixesha lokwembatiswa. Intonjane iyayigqiba inyanga, nenyanga ezimbini, intombi ihleli emkusane ni isondliwa ipume ityebile iyilonto.

Kuqale intombi ziyoukuteza zenze igoqo. Ke nga lomhla intombi izakungena iti isuke yodwa iyokuhlala endle (entabeni) kusuke ke intombi nabafazana.namadikazi ziyo kuyitata zihambe sisombela ingoma ekutiwa ngu "Nongabe." Zifika endlwini se uko umkusane ibe se ifakwa ke eludweni apo intombi leyo. Xa isendlwini ihlinzela ibokwe yomngena-ndlwini. Kolandela ke eyomhlonyene kuba kusondela umjadu. Kuhlinzwa eyabafazi ekutiwa zizadwedwe (izipipo) Emva koko kusilwa utywala bomjadu kuxelwe inkabi yenkomo. Ipuma ngalomeni ke intombi iye kuhambe lanjeni. Zipume ke ngoko inkomo ziye kungena nayo emlanjeni. Zobe zinyuke nentombi leyo kugquashwe ngazo. Emva kwenkomo ezo kungena isigenu siquywé ngazakwenkwe. Elisiko kutiwa yinkondlo Emva koko ke kusina intombi. Ngomhla wo kupuma kwentonjane ke lowo, kuba ukuwa sa emlanjeni oku kukukupa isisila nokungena ke ngoku ebuntombini.

/11. Impahla.....

11. Impahla enxitywa kwantonjane:- Kwantonjane kunxitywa imibaco, ize intonjane yona inxityiswe ukubuya kwayo emlanjeni. Inxiba isademe 136. Isademe ke senziwa ngokusuka imfele zenkabi zebockwe eximbini. Elinye icala liba ngapambili, elinye libe ngasenna, zidibane apa emacaleni. Intombi ngalomhla womdado, zivata intsimbi zazo, kwanabafana.
12. Ukupuma kwentonjane:- Ngoku intombi ipumayo ibinge isademe, ipete imikonto maea lomabini, iya emadoden i amakulu enkundeni. Apo ifike imise lamikonto, ime pambi kwala madoda, iyalwe ke. Kuye kutiwe ke ize ikwazi ukuzipata. Apo ke lento ifana nokuyalwa kwenkwenkwe esokwayo (ukuyalwa) Ejakeni paya kulapo intombi zabiwayo. Zabelwa abafana ukuba bazidlale. Kusala intonjane yodwa. Kufundwa apo ke ukudlalwa ngabafana, nokuzipata xa intombi ilele nomfana, ingendanga.
13. Intombi etombileyo:- Xa intombi etombileyo isandukupuma kwa ntonjane ~~x~~ iyagungxa, ihote, icweze kowayo apa ngoku komtshakagi apa kowayo.

Imibaco ibamide, inwele zisuswe kwakwanto njana, ipuma inenqayi, ilirwala. Kaloku ngokwesi Xosa yohluka mpela kwintombi nje mangayanga jakeni.

14. Isimilo sayo:- Isimilo sayo siyatshintsheka. Iyazola ide enye iyokwenda.
15. Ukumetsha:- Abantwana ababhinqileyo bayapinyiswa, bavumane ke nabasebuhlanti. Ukuba intombi intombe, kowabo mfana lo umetsha naye kugaywa impahla isiwe kwa ntonjane. Iti yakufika isiwe endlwini kubantu abadala. Kaloku kwaXosa ubesaziwa umfana ngunina noyise wentombi shambisana nayo ngokupandle. Lento ibiyinto epandle ati kanti ekayapa 137. asinto icaswe bani. Ezompahla ke kugungwa kutiweni ngazo lirwala (intonjane) elo zexo zivela kulumzi wakowabo kwemetsha yayo.
16. Ulutsha kwaXosa:- KwaXosa ulutsha luyadibana emidudweni, nase-mixhentsweni, nasezentlombeni, nemitshotsho(yamakwenkwe) Ungafika intombi xa iye kuka umansi imiswa-miswa sizinxadanxada zabantu abati baya pinusa okanye kuya neokeliswa, kuko nembuto ke zolutsha apo ezozinto ziqutywa ziqatyeliswe kuso.
17. Izinto abakululweyo kuzo:- Intlombe, nomtshotsho, nomdudo, nembuto, zizinto ezingenancaso mtwazi, kuba intombi ipuma nomfana kunina noyise ihambe naye, abe abuye nayo, kwakusa. Nometsho olu xa umfana esaxiwa, asiyonto inasitintelo nakubani.

/18. Amabaso.....

18. Amabaso engiwayo:- Abantwana xa behambisana bayapana into eku-tiwa zinzame (ukutolikana). Ungafika intombi itumela ingxowa enentsi-mbi, necuba, nematshisi pakati iye kulomfana ungumtsha wayo. Xa otile engenantembi (ubulu) uyenzelwa ngodade wabo, ukuba naye angahleleleki afane nabanye abantwana.
19. Uketo lwezihlobo:- Umtu uyaziketela isihlobo sake.
20. Kuyatshatwana? Ewe xa kuvisiwene kude kutshatwe ngokuti ngama-nye amaxesha, oyise bamtande umtwana ngokutsalwa sisimo sake.
21. Amayeza entando:- Ako amayeza entando asetyenziswayo lulutsha, amagama awo nanga - uvela-bahleke, itotisa, ubulawu intando. Ukwenzi-  
138. wa ngobulawu buphehlelwa esigubini, umtu abize lontombi ayifunayo, ayipehle intombi. Avase umzimba nobuso ngegwebu lobulawu obo. Lento yokupehla sisihlambezo sokuba intombi imtande. Intando yensiwa ngamafuta (isitofile) ayatanjiswa enzelwe ukuba intombi, imtande. Uvela-bahleke umtu uzipaqla ngaye apa ebusweni, enzele uba ati akuvela kuhlekwe, konwatywe. Itotisa okanye yivamva ndudwa elinye igama "yinabatswi." Yona igalelwu ekutyeni komtu lo udliwayo. Abantu abasebenza lonto yokutotisa amadoda ane ngcwangu, ngabafazana, ~~in~~ naba-tshakazi.
22. Ukutintelwa kwezizinto:- Ezizinto azinandlela singandwa ngayo kuba kaloku azensiwa umtu eboma, zenzelwa emfihlakalweni, umtu aziwe selegilonto kufunwa ukuba abe yiyo.
139. 14. Uphehlelelo, Amabuto, Amabuto ~~en~~kosini.
1. Abantu abapehlelelweyo:- Abantu abapehlelelwayo bezakuba ngamaggira, baqutywa ngokufanayo abangamabinqa nabangabasebuhlanti. Idini elenziwayo ekuqaleni, kusilwa utywala, kuxelwe ibokwe emhlope, imvume yako konke oku icelwa enkosini kugala.
2. Ezintombini:- Kukwanjalo nasezintombini, kuba uphehlelelo luyafana njengokuba sekutshiwo kumbugo ongapambili.
3. Isiko lokwaluka:- Nokuba balenzile isiko lokwa luka nokuba abalenzanga kuyafana, kuba lento iyinkatazo ayikatali, ingaketi mtu.
4. Abantu abatwasayo:- Abantu abatwasayo abana buntanga, bangena nokuba bantanganina.
5. Bapehlelwa ngabanyena? Nokuba ligela. Abantu abatwasayo beza ngabanye ukuza kupehlelwa ligqira, kanti bode babe baninzi.

/6. Amaqela.....

6. Amagela abakweta:- Lamaqela abakweta bamaggira, akabintanganye. Abayiyo nayipina intanga. Asimaxego, nankwenkwe, nantombi, baya dityaniswa xa ingabakweta qqireni linye.

7. Amadini okupehlelela abakweta:- Amadini okupehlelela abakweta abako naninina, kuba lento ~~x~~ eyintwaso ayixesha linjani, ingenaxesha liteni. Xa betwasile abakweta besuka babe batwasile ke, bapehlelelwe.

8. Amagama abizwa ngawo:- Kutiwa ngabakweta, okanye ngokwase Mbo zizigogo. Ababizwa ngamagama okuzalwa asemakaya.

9. Iminyaka etsitywayo:- Kubako iminyaka etsitywayo, kuba akutwaswa yonke leminyaka.

10. Upehlelelo ngegesha lendlala nemfazwe:- Lentc yopehlelelo ayinatuba liteni. Nokuba yimfazwe, nokuba yndlala kuba ikukufa ngokwayo,  
140. ayinatuba liteni.

11. Umtu ofuna upehlelelo:- Umtu ogulayo nguya ngokwake, oti mapehlelelwe. (Isigulana) Kuti ke kwakuba kuvunyiwe kowabo, kubhaki-swe enkosini, ibe yiyo ke enika invume.

12. Isanuse:- Isanuse naso siyaxeletwa, ngayo yonke into, kuba nguyena mtu waziyo, noyena mtu usebenza upehlelelo, kubakweta.

13. Imfuneko yalamadini:- Lamadini kucingelwa ukuba aya:funeka, kuba umtu usuke agule, lize liti igqira lomtu ugula yinkatazo, kufuneka apehlelelwe ukuze apile.

14. Bonke kufuneka benienjalo na? Xx Monke umtu ukuba utwasile, kulu nyanzelo ukuba makapehlelelwe kuba xa enganyangwanya umtu angaba sisibanza okanye apambane abe ligesa.

15. Abantu abancinci bayapehlelwa na? Xa umtu emncinci, aze ahliwe yinkatazo, uyanyangwa, apehlelelwe, njengalo lonke uhloba lokunyanga umtu oselula.


16. Ingeniso:- Abantu abanenzuso kulento yokupehlelela, sisanuse sodwa. Ngomsebenzi wokutwasisa (ukupehlelela) Amaggirala ke-abatalwa ngabazali babakweta ~~xa~~ umkwetu engenabazali uzibatalela ngokwake. Inkosi ayinangeniso.

17. Into ehlawulwa ngabakweta:- Abakweta bahlawula ukoso. (Imali yokuvula ingxowa) Iba yiponti. Ngapaya koko koti akuggitywa ukupehlelwa, kurolwe inkomo ukuba upilile. Ezizinto zihlawulwa eggireni (Isanuse).

/18. Ayafahlwana.....

18. Ayafihlwana lamadini? Lamadini akafihlelwa mtu, kuba yinto elisiko lakwa ntu.
19. Amalungiselelo enziwayō:- Umtu utshintsha izambato wembata am-  
141. bayi amhlope, nentsimbi ezikwa mhlope. Kusilwa indywala, kuze ke kusondezwe nebokwe, yokwenza idini elo. Kwixesha lakudala xa bezinge kabiko impahla zasemLungwini, abakweta babesambata ingubo zebokwe.
20. Ixesha elonyulekileyo, nenyanga:- Lento ayinaxesha (ukutwasa) into enexesha kukupuma, ke kupunywa ebusika ekupehlelweni.
21. Umkweta uyakeswana? Umkweta akandule akeswe kowabo, kuba zeke esapetwe ngokomtu ogulayo. Engekaziwa uba ugula yintonina. Utı ke akuqondwa isigulo sake, aqale akeswe ke, abe ngumkweta wegqira.
22. Izambato zabo:- Abakweta baganxaizambalo ezifakwa apa emqaleni zona, nentsimbi emhlope ezihlahleni, nasemqaleni, nasentloko, kwa nenyongo entloko. Kuncwelwa kule bokwe imhlope kwensiwe imitya, ebotshelwelwa ezingalweni, bungasuswanga uboya. Ebusweni baqaba isiqungu  
23. Bangatetana? okanye bashumayele? Abakweta bahleli becamagusha,  
abadibani nabantu aba, bayateta pofu nabantu bengenako uku bashumayez  
24. Indawo yokwenzela amadini:- Amadini oku pehlelela abakweta, enzelwa emizini yabo okanye yakomawabo. Ukuba akananzi wako wabo uyaya eSanuseni simpehlelele.
25. Indawo abapehlelwa kuzo:- Abakweta bapehlelwa nokuba kupina kulondawo kukolekileyo kuye ukuba apehlelwe kuzo.

142. 26.



27. Impahla enxitywa ngabakweta:- Abakweta abanxibi nto, ngapandle kwezimfele zibotshwa esinqeni nemingqa emhlope. Abaqabi nto ebusweni ngapandle kokuzi puqa, bazicile ngesiqungwa ebusweni apa.
28. Abafundisi babo:- Abafundisi babo ngamaggira (izanuse) aselapa<sup>a</sup>  
yoko kukuti.....

oko kukuti amaggira aselenyanga.

29. Ababantu:- Ngabo kaloku sebexeliwe amaggira abantu abafundisi nabaphehlelela abakweta.

30. Imisebenzi yamaggira kubaphehlelelwa:- Amaggira abamka amayeza bahlambe, baqabe, bascle, abahlambe ngobulawu ukuze bawabona amayeza.

31. Baphehlelelwa ninina! Abaphehlelelwa, bayoluswa xa bephehlelelwa bengamakwenkwe, lisiko lawo wonke umtu eli lokwaluka. Lisiko elingenamtu uteni xa engumtu wasebuhlanti. Boluswa yingcibi kwanjengomtu wonke owalukayo. Boluka nje ngabantu bonke, ekuseni, ukuba umtu utwase eyinkwenkwe, usuke ati akufikelela kwituba lobudala, oluswe naye, namanye amakwenkwe, ngesiko lesi ntu. Bayacetywa, babetwe njengawo onke amakwenkwe xa esoluka. Bayavamba njengomtu wonke. Bakupuma benze imivambo yobufana.

32. Umtu obalusayo nento aboluswa ngayö:- Boluswa yingcibi, ibalusengomkonto. Inkwenkwe ihlala pantsi isikwe. Kutsalwa ujwabi ngeminiwe yomibini, luze luti lakutsaleka, lusikwe yingcibi. Inkwenkwe iyabotshwa ngezicwe, itandwe ngotwatwa lwebokwe ke yakugqitywa yingcibi.

33. Boluswa ngaxeshanye na? Boluswa ngaxesha linye.

34. Owaluswa kugala:- Xa koluswayo kuqualwa ngenkwenkwe elisekela lomnikazi sutu, kulandele usosutu kude kuggityelwe ngaleylo isekugqi beleni ke ngokuhlala kawo.

35. Impato yabo:- Emva koba alukile, ayabotshwa ngezicwe notwatwa ngapezulu. Amana ekululwa likankata liwagqutsisa. Ati emva kwentsu ku eisisibozo, azibope wona ngokwawo, emva kokuba ojisiwe.

36. Ingcibi:- Ingcibi ngumtu nje oyindoda okwaziyo ukwalusa. Ingcibi ziko ezingamaggira. Kodwa inkoliso yazo, azingawo magqira. Incibi ngumtu omnye - popu zininzi. Kangangokuba lomzi ukangele ley! ingcibi utanda yona.

37. Umtu oketwayo:- Ebungcinini kuketwa umtu onesandla esihle, epolelwa msinyane, umtu onobubele ebakweteni bake nguyena utandwayo. Umtu ongafika, enabakweta abapola msinyane, ziti zingekapeli nentsuku, umbone selesukuma ebata esigaza esi sake pantsi.

144. 38. Into evenziwa ngendawo ezingunyulweyo:- Ujwabike lakusikwa, luyembebwa kwalapa ecaleni kwendlu yabakweta.

39. Untu opehlelelweyo:- Ewe amasiko okupehlelelwa komtu otwasayo, ozakuba ligqira kuyafana nokuba yindoda nokuba ubinqile. Into ifike

/yahluke.....

yahluke yile yokuba obinqileyo, akalenzi isiko lokwaluka, nokuba seku tenina ke.

40. Bayafana abakweta? Ngelinye ixesha abakweta, bayafa babuye bapi-le kwakona. Kuzéke befo nje, bewile bati tikili - befe isiqaqa.

41. Banikwa amagama amatsha na? Banikwa amagama amatsha, la okugula kwabo okumhlope. (Amagama okuba ngabakweta).

42. Ulwimi abalusebenzisayo:- Banalo ulwimi lwabo, abakweta, abateta ngalo.

43. Amagama nomteto abawufundiswayo:- Bafundiswa ukuteta kamnandi, njengokuba, xa bakupa iyeza, mawuti nawe, "Camagu" Bangabantu boku-Camagusha abantu abamhlope. Bafundiswa ukuxilonga, baxilonge, bazeke bagqitele ekutshayiseni, oko kukuti, "Ukuvumisa". Ngabanye ngabanye ke bade babe ngabambululi, ukukupa izinto ezingasese ezifihlakelyo. Noku xela izinto ezinje ngemfuyo. Kuti uba kulahleke ihashe, bali-xele apo likona, nokubona izinto ezifikwe yimimoya ekohlakileyo ezizi beni.

Inteto zabo xa kutshayiswa:- "Abantu basemzini babona uba nize ngo-mtwana" kutiwe ke "Siyavuma" ngabantu abazokuvumisa. "Abantu base-mzini, bati nize ngomtu oyindoda" komana kuvunywa ke, ati uba uhlala into eyaziwayo, kutiwe, "Siposa ngasemva gqira." Ka abavumisi bengew-

145. baye bati, "Asiva, gqira" Kubetwe kakulu izandla ke ngabavumisi xa bavumayo, ubone kwa ukutsho kwazo kancinci xa abantu bengakelwa.

44. Isimo, imiteto, okanye ubulumko:- Isimo sabo bazipata kakuhle, bayalwa, kuba xa angalungisiyo, akabililoggira linampumelelo. Ubulumko babo bukulu, kuba kufuneka beyiqapele imiteto yamayeza. Kwaye ke njengokuba bepehlelelwe nje banokukanyiselwa okutile ngu Tixo, ekunge ko nakubani. Bayigcinile kakulu nokungayopuli imiteto, nemiyalelo yeNkosi zabo. Inxalenyenye yezinto ezifundwa ngabakweta sezixeliwe kumbuzo wama shumi mane anesitatu (43) ukuzingela asiyonto bayenzayo. Imfazwe ke yona yeyona nto yabo, ekude kutiwe ngamatoba abanye. Wona asebenza ukubila imikosi, xa iya emfazwemi.

Abebi bona kuba lonto iyililo siko lasezi Nkosini. Abakweta abazingelayo bebe, ngaba basokiweyo.

45. Bayabonwa na? Bayabonwa, asingebantu, basitelayo ebantwini.

46. Uhlobo abalala ngalo:- Abakweta balala pantsi kungendlalwa nto. Kwamanye amaggira kufane kulalwe pezu kwengxowa endala.

47. Kukomlilo utilena:- Abanye abawoti umlilo ngapandle kokuba ukuwufumana kwabo umlilo, kukuqumisa ngeyeza paya, kude neziko, azogqume ke kweloyeza xa ebevasile.
48. Impato yabawketa:- Bapatwa kakuhle, kuba kaloku inkosi le yabo iligqira ijonge ukufumana kubo inkomo, xa bete bapumelela.
49. Bake bafe na! Abakweta bayafa xa bete abalungiswa ngokufanelekileyo. Ababulawa ngqeles. Omnye umkweta uti xa apumayo, asuke anzakale paya ehlatini nokuba kusesizibeni, angapumi kupele. Apelele apo. Kuba kulondawo aye kuyo, akuyi mtu kakade.
146. 50. Uhlobo ekuxelwa ngalo kubazali:- Uti ke xa efile kungalilwa, kusuke kutiwe kowabo, "Akabuyanga".
51. Ukudliswa kwabo:- Bayadla, bengadli nabantu. Banezitya zabo abapakelwa kuzo, namacepe. Abadli kakulu abakweta. Abakweta aba ngabafazi bupkekela abangamadoda. Kungenjalo kupekwe ngabantu bomzi kusiwe ke ngumtwana. Ukudla kwabo kufana nokwabantu bonke, kodwa abakudli ukudla okunembotyi, namasi. Enyameni, abawutyi umbilini nezito zayo. Into esukuba ixeliwe - nalenkomo ingezantsi, batya imikono le, nembambo.
52. Ezinye izinto abazidlayo:- Badla namayeza, bapehle, ibhekile zabo, besidla amagwebu. Amalahle bayawadla. Kutiwa lelona gqira liyingcawula, elidla amalahle.
53. Ixesha abalitatayo:- Abakweta batata unyaka omnye. Xa ke ukugula kwake kunzulu kutata iminyaka engapezulu konyaka.
54. Into eyenziwa ekuggibeleni:- Kubakweta abolusiweyo, indlu, eku-pumeni kwabo iyatshiswa, bayokuhlamba emlanjeni. Bayalwa, basokwe abakweta babengabantu abakulu ke ngoku. Babazezonto ke ziyiminyewu, ukuqala kwabo uburwala. Abakweta bamagqira bati bakupuma, banyange. Indlu yabo ayitshiswa, kungena amanye amaqela kwakulo ndlu.
55. Amagama abo:- Abanikwa magama matsha. Isuke ibe lelo, nelo lizinike igama lobugqi anje ngo "Vukuzumviko" no "Gxagxa", no "Puza"
147. 56. Uhlobo abazana ngalo:- Ati akupuma kusilwe, ukuyipoposha indawo yokupuma kwawo. Into azana ngayo, kuba ati lomtu ubafundisayo ngu Tata okanye xa ingumfuzá ngu "Mama" Ati ke xa selepumile azane njengobantwana bomtu omnye.
57. Umtu otwasileyo:- Umtu otwasileyo utatwa njengoba mdala. Onke amalungelo omtu omdala, uyawafumana.

/58. Uyatshatana.....

58. Uyatshatana? Atetena eNkundleni? Unelungelo lokutshata ngolo hlobo afuna lona. Unalo kanye ilungelo lokuteta napaya e Bandla, (ezinkundleni).
59. Babaliqelana? Abo zeke bepehlelewé kunye baba libuto.
60. Igama lebuto:- Elibuto labo alibinagama abakweta abasokileyo bona, babizwa ngegama lenkosi yabo, njengokuba ibuto elaluke no Bota kuñiwa, ngu Bota.
61. Anikwa ngubani:- Lamabuto, ati kuba ehleli eyazi inkosi yawo, azazi ukuba alibuto lika zibani, kungabiko mfuneko yokuba ibuto lawo, malitiywe mtu. Atiywa ngeNkosi yawo, ukuze ayihlonle inkosi yawo.
62. Amagama alamabuto:- Amagama alamabuto akafani, kuba ke inkosi zawo, azinye, ngamabuto ngamabuto.
63. Amabuto:- Lelika Sidéku, elika Mambanjwa, elika Nkolwayo, elika Mantolo, elikaHle, elika Bulawayo, elika Dyantyi, Siqatsini, elika Wadawuza nelika Nomgidi.
64. Asebenza kunyena? Ewe asebenza kunye.
65. Bapatana njani? Bapatana kakuhle, kuba igqira lonke, ngumtu  
148. ofuneka esimilo siqaqambileyo, omnye komnye. Nomncinci upatwa kakuhle ngobubele nangabedala.

### 15. Ukufa, ukungcwaba, Nokuzila.

Ukubhubha kuka Mqatu ka Magenu waSesdwadweni

1. Imbangeli yokufa kwake:- Unobangela wokufa kwalomfo ka Magenu, yaba sisigulo.
2. Indawo afela kuyo:- Wafela endlwini yake.
3. Kwakuko bantu na? ekufeni kwake:- Ewe wabhubha kuko abantu.
4. Zazikonana izizalwane? Kwati kwakubonakala ukuba umfo lo usinde-kile, zabizwa izizalwana.
5. Kuko bantu batintelwayo uba bangamboni? Akuko bantu, batintelway ekuzeni kumbona.
6. Into eyenziwa pambi koba afe:- Hayi kute kwaku bonakala uba uyaf walungiswa, wacinywa amehlo.
7. Emva koba ebhubhile:- Ekubeni efile ke, isidumbi sagqunywa nge-ngutyana. Okwelo tuba isidumbu sayekwa kulo ndawo (emva koCango, egumbini, saza emva koko sahlanjwa sasongwa ngengubo).
8. Emveni kokufa kwake:- Emva koba efile, abantu bahlala pantsi, belindele ituba ewongcwatywa ngalo. Wayeko umtu owayegade isidumbu.

/9. Into.....

9. Into eyabonisa ubakufiwe:- Ezitya zaqutyudwa, imbiza zabulawa, ingcango zavalwa, kwahlalwa pandle. Kwalilwa kakulu ngumfazi wake nabantwana bake, nezona zizalwane zake zisondeleyo.
10. Isidumbu:- Isidumbu sake sagotywa, sabotshwa ngengubo yake.
11. Ixesha pakati kokufa nokungwatywa:- Ekubeni efile kwahlalwa usuku lonke, wagcwatywa ngozhla wesibini akuba epholile mpela.
149. 12. Amalungiselelo okuncwaba:- Kwaxeletwa inkosi, kwabikelwa nezialwane (izihlolo) nabantu ngokubanzi. Zange bubeko utywala kwa nokudla. Akufuneki kudla nakuhluta lomini.
13. Ifihlo:- Wangcwatyelwa exantini lobuhlanti bake, kwelasekunene.
14. Abantu abenza incwaba:- Incaba lake lembiwa ngabafana ngezigxa. Lembiwa lane gumbi, Lati lakuba lembiwe, lenziwa indlu ezantsi, indawo azakulala kuyo umlumzana.
15. Idlak:- Laliyinto yesizwe sonkene Nkosi yaso. Wangcwatywa ukumka komhla. Amadoda amakulu ayeko kwanabafazi. Abantwene abaza nje baye. Akazange angcwatyte Mfundisi, kwa suka kwangcwatywa nje ngkesikolesi Xosa. Abantu abatwala isidumbu yimilowo, amadoda angaba melwane.
16. Kwabako ntoto na lomini? Ngalomini akuzange kwensiwe zinteto, nazintsumayelo, kwasuka kwatutuzelwa abafelwa kuba babelila.
17. Imbonakalo zokuzila zabako:- Kwahlanjwa amabayi amhlope, abafazi bagungxa, intloko zagugulwa.
18. Ukungcwatywa kwesidumbu:- Isidumbu ukungcwatywa kwaso, sajongi swa ngasekaya, sangqengqiswa ngecalala lasekunene.
19. Idini elenziwayo:- Zange kubeko dini.
20. Izinto ezafakwayo:- Kwafakwa encwabeni ingxowa yake yebokwe, nedosha necwilikayake, umkonto wake. Eli lisiko lokuba umtu xa engcwatywa, angcwatywe nezinto zake azitandayo, ukuze ati akuvuka, ukuba uvukile azifumane kwalapo izinto zake azitandayo.
21. Bangcwatywa apo na nabanye:- Izizalwane zake azizange zingcwatywe kufupi nengcwaba likayise. Yindayo yomninizzi kupela, le yase-
150. buhlanti, ekungena kufakwa mtu wasetyini, nomtu ongomnye ongeni nalo-nzi, kanti kwanezizalwane ngokunjalo.
22. Ukuvalwa kwengcwaba:- Laditywa ngomhlaba kwagandwa, kwabekwa amatye ngapezulu, namahlala okutintela impahla. Akuzange kulinywe nto ke pezu kwengcwaba.

/23. Isikuselo.....

23. Isikuselo:- Ingcwaba lalindwa ngamadoda ngexesha langokuhlwa, ukuba lingembiba ngabantu ababi, abanje ngabatakat. Empahleni, liku selwa ngamahlahla. Umnumzana kaloku ufakelwa nemali, namacuba, nengxc wa zake ukuze angabuyi, eze kukataza abantu abasapilileyo.
24. Indlela yokupata ingcwaba:- Ingcwaba lomnumzana lo, laluswa ukuze lingamoshwa yimpahla kaloku. Akuzange kunqulwe kulo.
25. Laka lavulwa na incwaba:- Akuzange kungcwatwy we mtu engcwabeni lake uDlamini lo. Asinto ikoyo le yokumgcwaba ndaweni nye.
26. Kuko ndawo yaka yatatwa na? Hayi, asilosiko letu elo.
27. Wangcwatwy emangcwabenina? Hayi wangcwatwy ebuhlantini bake njengokuba engumninimzi yena. Abangabanye bona bangcwatwy endaweni eyodwa yamangcwaba.
28. Kwakusoyikekana ngasengcwabeni:- Elingcwaba lalo mnumzana lalingoyikwa. Ngapandle kwabantu basetyini, ke bona abasoloko behlonipile kwicala lasebuhlanti nasenkundleni.
29. Esingcwabo sahlukana kwezinye:- Apa kuti amangcwaba afana onke, ngapandle kokuba elomtu omkulu nokuba yinkosi ayabiywa ukuze ohluke
151. kwawabanye abantu nje.

Nelomnumzana lo, alizange lahluke, lafana namanye onke abanini-mzi, ati abasebuhlanti. Amawele wona ke kusoloko kuko ubucalucalu kuwo, kuba besapila kakade aba bantu banga mawele banamatile-tile angafani nawabantu bonke. Engcwabeni lomtu oliwele ungafika ubone kulinywe umhlontlo. Lisiko lamawele ke elo.

30. Yenziwa nina indlu yake:- Indlu yomnumzana lo, yati akuba efile yawiswa.

31. Abantu ababepete isidumbu:- Abongi, nabantu ababepete isidumbu baziwa njengabantu abazingambi. Bati ke emva kwentsuku ezingaba se-shumini bahlanjwe ngokuti basezwe amanzi ngokuti kuxelwe ibokwe ekoti ke emva koko kuyilwe umhla wesikuzo.

32. Ukuzila:- Abantu abazilayo lusapo lwake lonke. Abafazi, nabantwana kwanje ngoba oninomncinci, abaninawe nentsapo yabo, bazilayo nabo. Nenkosi yazila nayo ngokwayo, uBushula.

33. Isinxibo satshintshwa na? Isinxibo satshintshwa naso, kwanxitwy lusapo amabhayi amhlope, ahlanjwe imbola, kwacetywa inqayi intloko ezi. Ukuudla kona kwazilwa, okwelo xesha nje. Indywala zazilwa nemigidi nazo zonke indawo ezinabantu lolo lusapo kuba lwaluselubi,

/lusenzileni.....

lusenzileni. Imicimbi yona, ayizange ime yona kwanomsebenzi wekaya. Nengqina yayekwa nayo okwelo tuba kusaziliweyo. Ukuxhentsa nako kuya zilwa kuba lulonwabo.

34. Ituba lokuzila:- Inzila yatabata inyanga ezintandatu. Ukupela kwelo tuba, kwenzi ukuzo olwacelwa ku Bushula iNkosi. Imilowo yabi-  
152. zwa yako, kwawiswa inkabi yenkomu ewaba kwamiselwa unyana ongu Daka ukuba agcinelo mzi, kuba ke yena waye ngunyana omkulu ka Mqatu, indla- mafa ke ngoku. Kwayalwa ke usapo lonke ngokubanzi, ngakumbi lowo uzakuba ngumgcini walo, (inkulu) Ekwatiwa maze angapeli komkulu, uku- ya kuxela izinto zalomzi, ezonakalayo, nezilungayo kananjalo. Laba ke luyakutshwa olosapo lwasemzini ngalomini ehlatini, lwahamba pakati kwabantu.

35. Abantu ababeko:- Uyise omncinci wake uNtunja wayeko, nomkake uMaradebe. Abakuluwa bake babeko, uSagoda, noDaloyi. Udade boyise uVuyelwa wayeko no myeni wake. uGodloza kwane yake intsapo. Abame- lwane babepume bonke oNgonyolo Ngambu, Archie George, Dimiso Qose, Ncedo Lizo, noMatutu Ngamlana babelapo ke kwanabafazi babo. Inkosi uBushula yayiko nenduna zayo oTountain Mcetywa, Mvoweshumi Jack, Dwayi Mlonyeni, Zwelibanzi Mbambo, zazilapo into zo Tyelela oPiyoze, Mdoda Kuku Laliso Didi, Shoti Sotomela. Kanti kwakuko ne Kaba lase Gogwana elinengwevu zoBam no Nzause gongilanga njanjo, njalo.

#### 16. Ukwalamana, Isimilo,

1. Abantu abazizilazwane:- uSojingose ongunininawa ka Mqatu, waye- ngunyana ka Magenu amazizi akwa Sibakulu ngesibuliso. uSojingose ke uzele uBulawayo omkulu, wapinda wazala uSikade, wazala uNgqosana wagqibela ngo Mnacameni ko nyana. Intombi zaziko zintatu, zenda ke.  
153. 2. Basisizalwana esinye na? Bonke abonyana baka Sojingose, bazibi- za ngegama elinye eli liti "Magenu" uyise ■ omkulu.
3. Isazeka na inzalano yabo:- Ewe, iyazeka, ilande ka inzalano yabo
4. Akonana amasebe ahluukileyo esisizalo?:- Ewe, ako amanye amazizi azibiza ngagama limbi.
5. Zikonana ezizalwana ezahlukileyo:- Ewe ziko izizalwane zabo eziqhepukele kwamanye amazwe.
6. Bahlala kunyena? Okanye basondelelene na? Imizi yababafo iso- ndeleleli ikwase lalini enye ka Lize uyise ka Bushula, uyise omkulu ka Julius lo upeteyo.

7. Ngubani oyintloko kubo? Ngoba? Oyena uyintloko kubo ngu Bulawayo. Isizatu sokuba abe yintloko, uyinkulu kuyise uSojingose ubekwe ebukulwini, waye enamandla okugweba, nokuxabiseka, njengenkulu.
8. Bayadibana na? Ewe, bayadibana xa kuko umcimbi okoyo, ofuna ukuxoxwa yimilowo, (abantu bomzi).
9. Bayadibana? nangezinye izinto? Ewe, bayahlangana nangezinye izinto ezite zako, ezinxulumene nentlalo yabo njalo-njalo.
10. Xa bezakwenza amadini:- Xa bezakwenza amadini okunqula izinyanya bayamemana, bahlangane abantu abazalanayo.
11. Ingxabano pakati komzi:- Ewe ingxabano. ekoyo pakati komzi baya-hlangana bayitete lonto. Naxa kuxabene omnye wabo nomtu womnye umzi kuba kwanjalo bahlangane abantu abazalanayo.
154. 12. Xa kuwendiswa naxa kuzeka onyana:- Xa kuza kwendiswa naxa kuzeka unyana womnye wabo, kuyahlanganwa yimilowo.
13. Intlanga ezikoyo:- Intlanga ezikoyo koluhlanga zezi:- AmaNguni, Abatembu baseQudeni, Amakuze, AmaTolo, AmaNdlangisa, AmaKomanzi, AmaDeyi, AmaRadebe, AmaTshezi amajwara, amaKambula, amaTshutsha, amaKuboni (Bele) amabongwe, amaphayisa, amaqyani, amadunjane, oLanga (Sonani) amamiya, amaxolo, amagcaga, amantambo omaduna, amakeswa, amanjiyela, amagasela, namaZibula. Ngamashumi mabini anesibozo.
14. Abona bapakamileyo koluhlanga:- Abona bapakamileyo ngamaNguni nabaTembu baseQudeni. Abona bacingelwa ukuba basemva sisizwe sama-Ntambo namaZibula.
15. Isizekabani salonto:- Lento yokuba ubantu bangalingani, iveleyanjalo yona, ifana nendalo katixo.
16. Imizi le iyendiselana na? Ewe.
17. Ukutshatiselana:- Ukutshatiselana akuvumelekile xa abantu benenzalano, oko kukuti ke, xa iziduko zipuma kumombo omnye.

#### Isimilo.

18. Imiteto yentlonelo kubazali, nakubantu:- Umteto wentlonelo ebantwini nakubazali bake, ngowe sihlanu oti "Beka uyihlo no nonyoko ukuze yolulwe imihla yako". Kanti ke ngokunjalo kufuneka ubeke uyihlo nonyoko, ubonakalise imbeko kwabangapezulu kwako, ukuze utandeke 155. ngqobo abantwana bezalwa ngumtu omnye, kufuneka bambeke ongapambili kubo ngokuzalwa. Onina-lume bona abantwana babo bapatana nje ngabalwane bebonke. Umtu upatana kwangokunjalo nabantwana abangabaza /bake.....

bake, bapatane kakuhle ngembeko bagcinane.

19. Uhlobo abapatwa ngalo ababantu:- Umtu uzenzela imbeko nobubele izizalwane zake, ziti za kufika izizalwane zake, axhele, asile nendywala. Uzibiza ngohlobo lwalowo nalowo. Ukuba ngumtana ka Malume wake uti "Mzala" ukuba ngunina lume uti, "Malume". Aze ati kubazali bake, "Tata, mama". Aze ati koyise bakayise "Bawomkulu" ati kuyise kayise mkulu, "Koko".

Isiko lesizwe ezimnyama:- Lisiko lesizwe esimnyama, eli lokubolekana ngezinto. Ati umtu nokuba akatetanga ngenye imini, asuke atate nokuba lihashe eli, alisebenzime, kanti lonto ayinambambano. Kuyancedwana ngabazalwane. Omnye xa exakekile, uyancedwa. Xa unenkomu, omnye engenazo, uyamboleka uba asenge okanye alime. Xa efuna ukuxela engenanto, uyazibika kwizizalwane, apiwe igusha nokuba yinkuku. Ukuba lixesha lokulima uti enzelwe indima ngabanenkabi. Ngoku peleleyc uyancedwa umtu ongenazinto kuti ke kumfo opayo kanti lo ukade epiwa unomnqweno wokuke ampe naye uwabo lo ngenye imini, abuyekeze ububele ngo bunge. Woti ukuba upe ngemali, nokuba kungegusha, kanti ngenye imini wobona naye selepiwa, okanye ebolekwa nokuba yiyipina into.

Kude kubonakale xa umtu egula, obekade abantu bakowabo ebapete kakuhle kulapo kuhlaliwa kona, ngabanye abantu abehlala ebagcine ngobubele, bannunuse ade afe.

#### Isimo.

20. Indlela yokubulisa:- Indlela yokubulisa kuti inye, kutiwa, "Molo" kuvele ke ngoku o "Royindara" no "Royinani", inteto ezi xonxwe kulwimi lama "Buli" xa kungatiwanga "Molweni", kutiwa, "Botani".

21. Umahluko ekubuliseni:- Xa ubulisa umtu omdala kunawe, umbulisa ngentlonelo, ngokumbeka, ilizwi ultobe. Komncinane, nakomncinane kuname ngokuzalwa, ubulisanje ngoku-kululekileyo. Uti, "Molo bani" umbize ngegama lake. Amabinqa, xa ebulisa abantu abadala, nabahlone-lekileyo, aya vova, ukwenjenjalo kukubonisa ukubahlonipa. Xa ubulisa umtu omkulu kuwe ngewonga uti, "Molo Mhlekazi" uba ubulisa umtu xa ufika kuye uti "Molo." Xa bebaminzi uti, "Molweni". Ukubulisa kufana kopi, naphina umtu.

22. Umtu ogala abulise:- Ngomncinci umtu ogala abulise, ize omdala apendule ngokuvuma.

23. Xa uteta Nenkosi:- Xa uteta neNkosi xx uyayihlonipa ukuyibiza,

/uti.....

s774

K11/40

uti, "Nkosi", okanye, "Mhlekazi". Izizalwane ukubuliswa kwazo kuxhomekeke ebudaleni bazo, xa umtu emdala kutiwa, "Molo Bawokazi", "Molo Dad'o-bawo", "Molo, Malume", "Molo Bawomncinci" njalo, njalo ke.

157. 24. Isimilo esibi:- Izinto ezitatwa ngokuba ziyintswela similo zezi: Kukulata abantu abakula xa uteta nabo, ungumtwana. Kukutanda ukupendula kwizinto ezikude naye, kukutanda indaba, ukuhleka xa kuncokola abantu abadala. Kuvelisa umtamo xa umtu esidla, anyavule ngohlobo olubi, kukusuka umtu abe emile endlini kuzele, ukungabalindi abantu xa batetayo ukudanduluka akwaze abantu abakude ukuncaza kubantu abakulu, ukufumane atete umtu nokuba kuko banina (abantu abakulu endlini) ke ezi zizinto zazeka njengokungabi nasimilo emtwini akuzenza.
25. Intlonelo kubazali, kubantwabakulu, nase Nkosini:- Xa umtu ebahlonel abazali, kufuneka angalwi nabo, angapenduli xa bemngxolisa, angamti phuhlu ukomjonga umtu abonakalise ubuso obubi, angateti ngokupakamileyo xa beko endlwini, kufuneka nokuba akayifuni into atete ngokucolekileyo angangxoli, awagobe amehlo ake.

Uhlonelo enkosini:- Umtu ohlonel inkosi yake uyabusa, uyakawuleza aye yakumbiza, uyatumakalala, yakumtuma, uyayibulisa napina apo adibene nayo kona ati, "Aa! Dumalisile"., njalo, njalo. Akayibi zi ngegami, uyayalusa impahla yakomkulu, azenze zonke izinto ezifane lckileyo komkulu.

26. Uhlobo asifunda ngalo umtu isimilo:- Umtu isimilo esihle usifundiswa ngabaza\_i bake, asibonele nakubantwana abadala kunaye xa  
158. beqequeshekile kubazali babo.

27. Umtu osileyo:- Xa umtu esile uyabetwa akwenza izinto zokusa. Ngemanye amaxesha uyatukwa kutiweakanasimilo.

28. Into eyenziwa kumtu ongenasimilo:- Xa umtu ebonise ukungabinasimilo, uyohlwaywa, ati kona xa ebonakalisa ukungabinasimilo enkosini adliwe.

## 17. Ukuxhama, Umtshato.

### Intlobontlobo zokumanywa kwabantu.

1. Imitshato pakati kwabantu:- Abantu abange nakuvunyelwa ukuba mabatshate, ngabantu abazalanayo. Umtu nomtwana womkulwa, nokuba ngumninawe kayise, umtu nomtana wodade boyise Umtu akanakutshata nodade wabc. Umtu akanakutshata nabahlolokazi bakayise, umtu makangatshati umolokazana wake nazo zonke ke izizalwana zake, ezakowabo nezakulo  
/2. Umtshato.....

s774

2. Umtshato pakati kwabantsi:- Abantu abangasondeleleneyo ngobudala oko kukuti indoda endala elixego, nentwanazana encinci akutandeki ukuba hangatshata, naxa lonto isenzeka ngenxa yotando into engancedwa bani ke leyo. Intlanga ezahluke neyo xa zimnyama zonke ziyatshatana akuko salelo xa zingazalani. Ewe umtu akutandeki ukuba atshate intombi yomtu ogama libi (lingcolileyo) Umtu opambeneyo nongqondo imfutshe ne akendiselwa mtwana ~~x~~ wamtu. Inkosi ayifane itshate intombi yomtu ongeyo nkosi, ngapandle kokuba ngumtu osimilo sihle uyise lowo okanye 159. onezinto.
3. Imitshato efunekayo pakati kwabantu:- Bonke abantu abanengqondo abangazalaniyo bangatshata bona. Abantu abaselula bayatshatiswa, abangalambiyo, abanezimilo, abangenamatyala akuzipata kakubi, ke bon~~e~~ abo bangamanywa ngomtshato.
4. Indoda ingayitshatana intombi ka bhuti ka nina? Hayi ayiko lonto kuti ayenziwa, kutiwa ngumbulo.
5. Umfazi angamtshata omnye umfazi? Ngokwesiko, umfazi akanako ukutshata omnye umfazi. Amabhinja akatshatani wona.
6. Umtshato uyenziwa na ngenxa yokutandwa komzi? Ewe, yiyona nto itandwayo ukuezekwa komtwana, ngcuxa yomzi wakowabo, ngapezu kwake. Kuye kutandwe umzi, ngenxa yokuti uyise nonina babe ngabantu abane similo esibalaseleyo ngobuhle ngezinto zonke, babe negama elinewonga embusweni.
7. Izizatu ezibangela umzi ungangweneleki: Xa umzi umbi kutakatwa kuwo akuqweneleki kuzeka kuwo, xa kubiwa, xa umzi ufelwa xa umzi usaziwa njengomzi onobutyebi obufunyenwe ngomamlambo (inyoka) onemfene, njalo-njalo, xa abantu bomzi bezindlavini, ukuezekwa futi apo entombi zihletywayo ebuhuleni, ekutakateni, ekungabini nanzala, ezifeni ezi-bi ezinje ngozigcushuwa njalo-njalo, naxa kuko ubuzalwane nomzi, aku-ngezekwa kuwo.
8. Abantu abanokugweba:- Abantu abanokuketa nokugweba umzi, bawucalule nokungafeketi kwawo, ngoyise nonina, ekude kuti nokuba bebesele 160. bona kanti woti akuvela ubani agxeke ukungalungi kwayo lontombi, okanye umzi wakowayo basuke baroxe abazali abo bomfana. Kuvela nabina ozalana nomzi okanye ongazalaniyo, oti ~~awuncome~~ umzi okanye awuchase (ukuwuhleba) kanti bokolwa nabazali, benze lonto.

/Ukuxhama.....

Ukuxhama.

9. Ixabiso lokuxhanywa kwabantu:- Abantu bayaxhanywa nokuba besabancinci xa ate watanda abazali bake. Uti ke akufikisa ebuntombini atshatiswe ngalomvumelwano yabazali. Akuxhanywa bantu bengekazalwa.

10. Abantu abaxhamayo:- Abantu bayaxhanywa ngabazali - intombi ingazi nto nomfana engabhungiswanga, xa besebefikisile exabisweni lokutshata.

11. Bayaxhanyelwa na bonke abantu:- Omnye nomnye mmtu, uyazikelela intombi ayifunayo batu ukuba bayakolwa abazali batshatiswe. Iko nento yokuzitshatela kwabantu, naxa inqabileyo bengabaxelelanga abazali.

12. Inkatozo yokuxhama:- Xa umtu exhama ngokwesiko, kubekwa inkomo ezimbini, kanti ke lentwanazana ikula nje seyiqashiwe kulamzi ngezankomo, ayisenako ukwendiselwa mtwini wumbi, ongomye, nakuyipina imek Intombi isencinci kusuka uyise womfana, okanye atume umtu oyindoda ongomnye (unozakuzaku) Lomtu ufile acele ukuhlangana noyise nonina wentombi. Uyise ke emva koko ubiza emilowo (abantu bomzi) kutetwa

161. ngalomcembu uyise afune uluwo lwentombi leyo. Kuti ke kwakuvunye-lwana kubizwe lwanozakuzaku ebetunyiwe, axeletwe ukuba umtwana ke usemncinci akakabiyiyo ntombi, woti ke akuba mdala baxeletwe bazo kulobola. Uti ke uNozakuzaku lowo abulele kuba evunyiwe, ahambe ukuya kuxelela abazali bomfana, abaya bebemtumile. Woti okwenene ke akukula umtwana lowo, baxeletwe, liqhubeke isiko lekazi ke. Ukwendiselana abantwana pengazinto. Kusuke uyise womfana evane noyise wentombi. Ze kuti ke kunjalo, intombi itatwe ngamadodana aceliweyo, anyenzeleke ukuba avume kuba se ilapa intombi. Koti ke ngoku kulotyolwe, kududwe mhlawumbi emva koko. Ukuziketela:- Umfana maxa wambi usuke atande ntombi itile, ati kuba abazali bewucasile umzi, abekise kwi-milovo, ayicengele ukuba mayazise abazali, ngalomnqweno wake. Woti ke ukuba abazali bavumile kuqhutywe kwanje ngaxa bekusiyiwa kuzekwa nje. Xa bate bacasa abazali, usuke umfana azenzele nowabo ayitwale intombi. Ayitwalele nakoyise kazi. Woti ke ilapo kude kwaziwe ukuba kunjalo, basuke abazali baqhube isiko, kuba bengatandi kumdladlamba umtwana wabo ~~ngokwesiko~~ bengatandi nokumhlamba umtwana wabo ngesosenzo

13. Inzalano:- Akuzekwa kumzi onobuhlobo benzalano ngokwesiko lwesi Xosa. Ukuba kuko inzalano ekoyo encinci, kuqalwe ihlanjwe ngokuba

162. ibulalwe lonzalano ngenkomo etile, ixelwe, Ewe kwendiselana abantu abazanayo, kanti ukuba kuko ukwaziwa kwentombi ngumfana, okanye odade wabo, kuyazekwa emzini ungaziwa, pofu kuqale kuzanye ukunqhawa kuba melwane balomzi, ngemeko, nesimo salomzi, jikelele.
14. Uhlobo abazana ngalo:- Abantwana ngaxa limbi bebesazana ngokuti kanti bebeghelene ngokumetsha, ngaxa limbi abazani konke, kwazana abazali, basuke ke bati abantwana abo, kwakuba kugqityiwe ngoyise, bangacasi, kulengubo yokumanywa kwabo xa izimilo zabo zil'ingile.
15. Icalala eligala ubuhlobo:- Elona cala liqala ubuhlobo, lelakulosoka. Ukuba icala lakulontombi liqalile ukuka ubuhlobo (ukucela ~~intshazi~~ intshazi) ibiyinto eyenziwa nguyise wentombi ngokukolwa ngumzi, nokukolwa kuyise womfana. Uti ke u sontombi ayokudibana noyise womfana, agqibe naye ngasese. Kanti ke kosuka abakulosoka ukuya kucela kuqala. Kukutshwe inkomo ezimbini zemvumelwano.
16. Insgxoxo yokugala emzini:- Kuqale kuhlangane amatile, ati ke uyise wesoka, "Noko, ndifuna lomtwana, afune, umtu wokuhlala naye, Umfazi." Boti ke bona abantu babuze ukuba yena uyise lowo ubona mtu kowupina umzi. Woti ke uyise axele ukuba ukolwe ngumzi wakwabani, kwandule ke ngoku bakuba bevene ngelizwi, kutiwe, "Hamba mfana uye
163. kuteta nentombi yakwabani, ke nwane".
17. Umgali wengxoxo, otunywayo:- Umtu owayetunywa ukuba aqale ingxo xo, ngunozakuzaku kwelinje icala kuteta yena kanti kwelinje icala upendulwa yimilowo nabazali bentombi leyo.
18. Into etetwayo, neyenziwayo:- Onozakuzaku bafike bati, "Sizw kucela ukuzalwa, ukuba salamane nalomzi wasekaya apa, emanantsini." Kotiwa ke ukubuzwa, "Nize kucela ukuzalwa ngabani na?" Boti ke bona baxele ukuba, baze kucela ukwelamana ngentombi egama lingubani-bani, yasekaya apa. Umbuzo olandela lowo ngowokuba umtwana lo, bamfunayo, bamcelela banina. Boti ke baxele ukuba ngunyana okanye ngumtu wumbi lo, bamcelelayo. Umbuzo ababuzwa wona abantu basemzini ngoku, kutiwa "Abantwana bayazanana ke bona!" Kupendulwe ngeliti, "Ewe bayazana" Kuti ke ngoko kucelwe yimilowo ukuba mabake bape ~~itshazi~~ ituba abantu basemzini. Basuke ke bati gu bucala abantu basemzini, batshaye inqaw zabo.

Koti ke kwelotuba, imilowo ibize intombi leyo, ibuzwe ukuba iyangazina ababantu. Iti ke yona iyabazi, kwandulwe ke ukuyakunikwa

/onozakuzaku.....

onozakuzaku abo, ilizwi lokubavuma. Bakuvunywa ke, barola inkomo ezimbini zobuso bentombi. Enye yekanina enye yekayise wentombi. Ezinkomo ke, zinkolo zokuvula umlomo wamatile, ukuba ezakubiza ke ngoku inkomo azifunayo zonke. Ezinkomo, zirolwa kunye ne bhontile yotywala

164. (uswazi) mhla ziyayo. Koti ke ngoku, kuxelwe inani, ngokupeleleyo, elifunwa nguyise wentombi. Kulotyolwe ke, nokuba zisiwa zonke, nokuba zimana zisisiwa ngokusiwa, (elokazi).

19. Ubunyaniso bozeko:- Ewe, kufuneka kurolwe, inkomo ezimbini, zirolwe nokuba alikapumi ikazi. Ezonkomo ke zezokuqasha intombi leyo (zezesinyaniso) ukwenzela uba ingabi nakuzekwa ntu wumbi ongomnye, nokuba uyanqwena, ingenguye lowo seleyiqashile.

20. Ituba elipakati:- Xa abantu bevunyiwe, banako ukutanda kwabo, ukufika ukuza kulobola, kwakwicawe elandelayo. Ukutshata ke kona kuxhomekeke, ekugqityweni kwentloko yentombi, (ikazi) kuti ke bakugqiba ukulirola, bavunyelwe, ukuba kungatshatwa.

21. Ingexo ngekazi:- Abantu bakulosoka, baxeletwa, kwamhla <sup>a</sup> mmeni, inani, emabalirole, lekazi. Bayaxeletwa ukuba mabarole inkomo ezintsh <sup>a</sup> ezinye kuzo ibe zesibunu, inkomo ezigudileyo. Bati ke uba bayali bazisa ekulobo leni, baxeletwa ukuba, "Ukuba kufike omnye umtu, olobolayo yena, kostike kunikwe yena umtwana lowo."

22. Intombi nesoka bayaxeletwana ngekazi! Isoka nentombi, abananto baxeletwa yona, xa sekulotyolwa. Benzelwa ngabazali, yonke lonto.

23. Indoda inqamzelana unyana wayo? Intombi yomnakwabo mfazi wake? Hayi, into yokuzeka, intombi yonyana womtakobomfazi wayo ayenziwa kuti yaziwa njengombulo.

24. Abafazi, nokuzeka:- Umfazi wokuqala wenkosi, uzekwa yinkosi, 165. ngenkomo zayo, ngokwayo. Yena omkulu uyakwaziwa njengc nina wendialifa, uzekwa ngenkomo ezikutshwe ngamapakati ayo. Isitembu:- Umfazi wesibini kaloku, waziwa ngokuba ukukunene. Uzala indlamafa yasekunene Owesitatu ulilifa kwindlu enkulu. Kutiwa ukubizwa liqadi lendlu enkulu. Umfazi otate indawo yomnye, uyszekwa, afakwe kulandlu ifalwe ngumfazi, ibantwana bangenanina. Umfazi ozekwe ngumtu ongumfazi, asinto siyaziyo ngokweletu isiko kwaXosa.

25. Enye indlela yokutshata:- Enye indlela ekoyo yokutshata, kukugcagca. Ukugcagca, kukusuke umtu ahambe, ngezinyawo zake, ahambe nomfana, azendele kuye.

s774

K11/40

26. Invumelwano:- Xa kuyiwe kucelwa intombi emzini, isiya esitenjini kuye kuxelwe okokuba, izakuba ngumfazi ongakananina kulomzi. Nokuba ngomkulu, nokuba ngomncinci.
27. Uke warulwena lom-miselo? Noko, asinto iqelekileyo leyo, awapulwa um-miselo wamblammene, kuti ukuba kutetiwe, kwaggitywa, kanti lonto ayisoze ijikwe bani.
28. abantu abaxhanywa yindoda:- Ngokwesiko, kufuneka indoda ixhame umtu omnye ngexesha, kuba inkomo gokulobola sukuba zizakupuma ngamini nye ukuya kulomzi. Iwonga labo lixhomekeke ekufikeni kwake, apa emzini kuba xa esepaya kowabo usengumtu, womnye umzi.
29. Umfazi newonga lake:- Asililo siko kuti, ukutshata umtu ongumzala wako.
30. Ukwalamana kokuxhamana:- Umfana ozekayo, xa selevunyiwe uyabonana nentombi kowayo.
166. 31. Izinto ezivunyelwayo:- Umfana uvumelekile uba eze ebukweni bake azokwenda, ayibone inkosikazi yake, ahlale pakati komzi, alale intsuku. Wosuke abe agoduke ke umfana, akatshwe yintombi leyo, nezinye ebezize kuquma leyo. Uyaxeletwa umyen'i, apatwe ngembeko ebukweni bake. Um-yeni uzuza imbeko enkulu ebukweni bake, enje ngoba umkwekazi wake engenakuhamba eko, ngapandle kokuba ambate ityali. Umfana nentombi babizana ngamagama abo, kanti ke xa sebatshatile, umfazi utiywa igama limbi lemzi, ati ke umyen'i wake ukuba uyatanda ambize ngalo.
32. Bayaphana? Ewe, bayatolikana, lowo x malowo. Baphana izinto ezingqina, nezibcnisa utando lomnye komnye.
33. Izinto ezinxitywa yintombi:- Intombi iyaxwaya itwale ezinto ezivela emzini wayo, kuba ihlonitshiswa abantu balo mzi yonyulwe kuwo.
34. Baya kunyena emixhentswenif? Ewa boni bayazihamba izinto zokonwaba ezinje ngemixhentso, kodwa intombi ihamba nabakowayo, kuba iseselula-wulweni lakcwayo.
35. Isimilo sabo pakati kwabanye:- Isimilo sabo kufuneka sibe sihle, bazipate kakuhle kwabanye abantwa bancingci.

#### Ukwapulwa kwesitembi.

36. Izizatu zokwapulwa kwesitembi:- Xa intombi izipete kakubi, xa umfana erumshile (esuke wabona ntombi yimbi) xa intombi ihletyiwe uba iyatakata, naxa omnye wabo efile ukuxhanywa komtu kuyaqhawulwa.
37. Uhlobo eyenziwa ngalo lento:- Xa umfana esuke wabona enye intombi

167. ziyatshona ezonkomo zake, ipele lonto. Xa umfana ebhubhile, kubizwa onozakuzaku, kukutshwe inkomo ezo, bazinikwe zigoduke.
38. Ike umfana okanye into yale na ukutshata:- Asinto ike ibeko ukuba angavumi umfana, okanye intombi ukuyenza into eseyibonwe ngabazali. Kodwa iti ukuze yenzeke, ibe umfana ubengayifuni lontombi ifunwa ngabazali bake.
39. Xa umfana ebone enye intombi:- Ukuba uxhamo luyatshitsiswa nanga sipina isizatu, inkomo eziya zemkumelwano ziyabuyiswa zizekulo soka kwakona.
40. Ityala lokucapca:- uDideka intombi ka Tele Kawuleza, yagcagca nomfana kaZikali Mpande. Lentombi yesuka yahamba nalomfana kaZikali baya kutsho le eQolombane bezimela uSontombi, bada emva kokuba befune, bafunyanwa belapo. Kodwa bapinda yade intombi yancanywa, yendisewa kulomfo ka Mpande. Pofu uyise wake waka wamangala enkundleni ngetyeli lokuqala esiti makabuyiswe umtwana wake abotshwe ngenkomo, eyesibini ibe yeyabafazi. Wagwetywa yinkundla, uSosoka wazeke walobola ngoku. Ityala lokutwalwa:- Intombi ka Hoko yolwa yatwalwa ngu Mtombo ngenkani uyise engavumenga. Wagwetywa inkomo roqo enkundleni lomfo ngokwenza lento igemu nge gemu, zada zantatu, egwetywa ngu Bushula Makalima, inkosi. Ute ke uHoko kuba intombi ingafusu noyise engamfuni, wabonakala ukuba makancame, aroxe, emva kokuba edliwe.
168. 41. Ukulwengula:- Ukuba intombi inoshwe (yonakaliswa) ngulamtu ubeyi xhamile lomfana uyadliwa, inkoso ibenye.
42. Umtshato:- Umtu oxela ituba lokutshata kwabantwana abazekanayo nguyise wentombi.
43. Umanyanc lomtshato:- Lento ke lumanyo, into ke leyco eteta ukuba mabahlale kunye, bagcinane, bade bahlulwe kukuza.
44. Apo bahlala kona:- Abatshatileyo, bahlala kulosoka, emzini wakulosoka.
45. Abantu abenza izigcibo zomtshato:- ~~Amantwax~~ Ewe, kuhiangana amatile (amadoda omzi) ati kuianelekile ukuba intombi inganikelwa yendiswe.
46. Amalungiselo omtshato:- Kuhlinzwa inkabi yenkomu, kusilwe yiki, kubhekiswe nasenkosini kucelwa longidi uzakubako, kumenywe izihlobo ezikude, nezi kufupi, kwaziswe naselalini, kuqokelelwe izitya nembiza, nefatyi zokusila, indlu entsha yomtshakazi iyakiwa kulosoka apa, ziqa-

/kelelwe.....

kelelwe nezinto zokuxhelwa nemitandazo yokubulela, iyalungiselelwa. Kubako nemini yokuyala intombi leyo yimilowo kutiwa, "Hamba uye kusi konzela, ugcine unyoko noyi hlo walomzi, kwanemitetu yabo."

47. Ukwaziswa kwezihlobo:- Ka kusaziswa izihlobo zomntwenyana (umtshakazi) kukhutshwa umtu ngehashe, ahambe ezibikela ngalo mtshato womhlolo wabo.

48. Ixesha lokuhamba kwenkomo zekazi:- Inkomo zekazi, ngokwesiko lesintu zibuya noduli xa luvela kwendisa, akuko uba zitintelwe, ziza namadoda eziqhuba, kodwa ngalamaxesha ziya kokela, kungekatshatwa, iti intombi itsata zibe inkomo zekazi zikowayo.

169. 49. Umyeni ubakona:- Ewe, umyen'i ubako naye xa kuqhutywa ezinkomo zentloko yentombi, ingabi kweziya zemvumelwano.

50. Isidlo, inteto, neziyalox:- Ewe, kuyadliwa, kuhlinzwe, kusilwe konwatwy'e. Inteto zibako zona, Akubiko x ziyalo kuba iziyalo zili-ndela umhla womtshato, xa intombi imkayo kowayo mpela. Into eyenziwayo kukubulelwa Kubakozi ikazi elo.

51. Ukungeneli nokungamkelwa kwenkomo:- Ukuba inkomo azanelanga, okanye azanikolwa, kuyatetwa ukuba inkomo azintlanga ezikulotyolwa ngazo, makukhangelwe inkomo ezilungileyo ezintsha, zibuyiswe ke ezo, kusiwe ezinye, ezoti zona zincomeke ngobutsha.

52. Ixesha lesidlo:- Isidlo es'i sitata nje eloxesha kuko onozakuzaku kuphela, kanti boti bakuba bemkile, upele umgidi.

53. Indlela yokusiwa komtshakazi emzini wake:- Umtshakazi ufunelwa impahla, nezambato, alukelwe nenku. Kucelwa amadoda okumkapa, kwane-ntombi, namakosikazi, bahamba noduli. Kuyahanjwa ke nenqwele leyo yomtshato, kuyiwe kwendiswa. Kuqhutywe inkomo yempotulo. Intombi pambi koba ihambe iyahlinzelwa ibokwe yomngcamo umkono uhambe moduli, uyokupekwa paya kulosoka.

55. Imiteto yokuzipata komtshakazi:- Umtshakazi uyahota emva koCango agungxe ngeeqiya emnyama. Akayi kwicala likayise, akahambi pambi komzi uyaceza, ahlonipe. Kufuneka asoloko ebhinqile, angahambi engenanto ayibhinqileyo esinjeni. Kufuneka angawapati amaselwa alomzi. Angayi enkundleni, angazibeti izinja zalomzi angateti kakulu, atobe ukuteta. Xa ~~ej~~ ejonga, akufuneki awapakamise amehlo. Kufuneka abahlonipe bonke abantu balomzi, amaxego namaxegwazana afika kulomzi, awenzel'e ububele.

56. Uyayana esibayeni? Hayi, akayi enkundleni nasebuhlanti, nakwi-

/calal.....

s774

K11/40

cala likayise wendoda apa endlwini.

57. Uyawadlana amasi? Kufuneka angawadli amasi esafika. Woti ke ukuba udliswe amasi emzini wake, aqaleke awadle ngoku.

58. Kufuneka angabonwa? Ewe kufuneka ehotile angabonwa.

59. Inkomo zekazi:- Kuyenzeka inkomo zekazi ngokwa kudala, kuba inkomo bezisiza noduli. Ngalemihla inkomo akusatshatwa zingekaphelili.

60. Isidlo somtshato:- Iyenzeka into yokutshata ungabiko umgidi, nasidlo samtshato. Iti nokuba yenzekile, kutiwe, lobe lenziwe lona isiko lokutshatisa nangenyi imini.

61. Umfazi nabazali bake:- Umfazi, kungummiselo uba ayokugcina unina noyise womyeni wake akahlali kowabo.

62. Umtwana wokuqala wentombi:- Ewe, bona abantwana bamazibulo, bazalelwia kowabo ngumfazi. Ngulo wezibulo yedwa ozalelwia kulonina. Abanye bazalelwia paya emzini (kulomyeni).

63. Ukupuma kwekazi:- Ikazi liyapuma kwakwenda intombi yake yokuqala, xa umtu ebelotyolelwie ngomnye umtu, ekuti ke ezonkomo zezelomtu nbezirolile lamhla kwenda unina.

64. Xa uyise ezekela unyana:- Xa uyise ezekela unyana, nguye orola inkomo zekazi. Ukuba akanazo ngokwaneleyo, uyise uncediswa ngabaninawe 171. naba kuluwa nabanye onyana abati barole inkomo nabo. Nakulonina umtu uyancedwa ngenkomo, xa engenanto kakuhle.

65. Into ekulotyolwa ngazo:- Ezona zinto kulotyolwa ngazo nazi:- Inkomo, igusha, ibhokwe, imali nomxaka wendlovu xa kuvunyelwene, namahashe.

66. Ukwahlulwa kwe khazi:- uSontombi uti lakufika ikhazi lentombi, abe nabantu abafakayo, Abanye ngabaninawe, okanye nawuphina kuzininaowe zake, kwanabantu nje abatandileyo. Lowo ufakiweyo ke urola imali engange ponti ezintlanu nangapezulu aze ati yena anikwe inkomo ibenye. Lomali ke incedisa kwakumtshakazi.

67. Um-nikazi khazi:- Umtu ongomnini wazo inkomo zekazi, nguyise wentombi, okanye unyana omkulu oyindalifa. Abanye abantu abanalungelc kule into yekazi, ngapandle kwabo bate bafakwa ngumnnimzi. Asinto kurutwana ngayo le, kuba ivunywa ngu Sontombi ngokwake.

68. Iqela elifunyanwa ngu Sontombi:- Uyise wentombi, ufumana lonke ikazi eli, kanti unina wentombi uzuza inkomo ibenye ekutiwa yimbeleko.

Kutiwa ukubizwa kwayo ngu wangqingqizela. Abakuluwa, nabaninawe

/bafumana.....

s774

K11 / 40

bafumana nje xa befakiwe ngu Sontombi. Abanakwabo-nina wentombi, abazuzinto, ekazini apa. Abanakwabentombi bayapiwa nje bona nguyise, baphawulelwe, Inkulu, ayinikwanto kuba ilifa lelayo kakade.

69. Into ezisetyenziswa kuyo inkomo zekazi:- Inkomo zekazi kuyalo-  
172. tyolwa ngazo. Zijonge ukulobolela onyana. Uyise wentombi akanaku tintelwa ntweni nge kazi lentombi yake. Uvumelekile ukuba enze uku-qonda kwake ngazo.

70. Amabhaso kumyeni nomtshakazi:- Xa intombi isenda abazalwane bayo inkosi, kwanabo bonkeabantu bayo, bayayipa bonke amabhaso, kuba izipete kakuhle, yada yenda. Nomyeni kwelake icala uyabhaselwa kwa ngolo hlobo. Entombini kubhaselwa ngenuko, ingobozi, izitebe, imitshayelo, nebhekile, inkuku, nayipina into ate umtu wayitanda, njengemali, nemphla emfutshane. Xa kubhaselwa indoda, kurolwa impahla, igusha, ibokwe nenkomo imali nangezitulo, ngokutanda komtu. Ingcaza zokusela utywala.

71. Uyabhasela na umyeni nomtshakazi? Umyeni nomtshakazi bona abanamabhaso bawarolayo, babo abaphiwayo zizihlobo.

72. Impahla exhelwayo ngomtshato:- Emtshatweni kuxhelwa inkomo, negusha, nebhokwe. Lemphala ixhelwayo yekayise wentombi kwanempahla agidelwe ngayo yimiléwo nenkosi ngokubanzi. Izikulu zixhela impahla eninzi ngapezu kwabantu nje. Isicelo kuxhelwa inkomo ibenye, negusha ke zona zibe liqela elide liye eshumini nangapezulu. Inkosi nezikulu ke zixhela no kuba zingabina enkomo ayibinye kubo.

73. Ziyangulwana izinyanya:- Ewe, ka kutshatwayo, ziyangulwa izinya-nya.

74. Into etetwayo:- Xa ke kuhlatywa inkabi yenkomo, ihlatywa ngomkonto ezimbanjeni iti yakuti "boo!" ukukala, kutiwe, "Camagu, amawetu makabuye". Kuye kubizwe ke ngamagama, abantu abañayo balomzi, banqulwe okhokho.

75.. Ukudla okumikwa abantu basemzini:- Abantu basemzini banikwa utywala, umngqusho, nezonka neti nekofu, Kujole omnye, kulawulwe izizwe zonke, (amabandla).

76. Abantu abapha abanye:- Abantu abanika abanye ukudla ngabafazi, kodwa zikozona injoli ezilawulayo.

77. Apo abakona umtshakazi nomyeni:- Xa kungqungqwa, kudlalwa emtshatweni, umtshakazi nomyeni bona suba sebeyicandile inkundla behleli endlwini.

/78. Izinto.....

78. Izinto ezenziwa ngemini yomtshato:- Ngomhla womtshato kuyaxhentshwa, kusinwe, kombelwe kudlalwe likhaba ngentonga. Ukuliwa kona kusike kwenzeke nje, xa kuko ingxabano pakati kweqela elitile, okanye ababini abatile.

79. Amaculo aculwayo:- (1) Elodabi elikhulu, elaliphakati ko Ngqika no Ndlambe, elalibizwa ngokutiwa, lidabi limalinge ngesixosa, Wanyatela, wanyatelwa zintsimbi zemoto, wanyatelwa, wanyatelwa zintsimbi zemoto.

(2) Itemba alibulali, itemba liyadanisa, itemba alibulali, itemba liyadanisa. Ye mana yu yu yu yu, mama yu yu yu yu yu.

(3) Tshayelani amabala zingane, nanku uMakoti ezakungena, esiza nemikosi yake epete amahlamvu ngezandla, nantso inkedama ka mama, nantsi inkedamo katata nantsi inkedama ka mama, nantsi inkedama katata

174. 80. Uhlobo lwemidlalo:- Umxhentso wabafana nentombi, yisosayiti.

Amadoda amakulu exhentsa intlombe, kombelwe ingoma ka Mhala.

81. Umtshakazi uyakangelwa na? Umtshakazi uyakangelwa, ngonina kulu, kwa nonina, nodade boyise. Ukuba ufunyenwe ukuba akasewonke, wonakele, kubuzwa ukuba wonakaliswe ngubanina. Woti lomtu amxelileyo, adliwe enkomo yenqutu. Ukangelwelwa endlwini.

82. Ixesha lokupela komtshato:- Umtshato upela emva kosuku lwesibini. Indoda yakuba itshatile, ilala naye umfazi wayo, okokuqala mhla kwemka uduli. Uduli, endleleni lohamba lucula, abafazi bona bayakikizela, batshayebole. Kuyapekwa, kojiwe inyama njalo-njalo.

83. Into eyenziwa kulosoka:- Elaleni yakulomyeni kuyasilwa, kwensiwe umjadu. Kuhlatywa umkosi, nkutshayebole, kuvunye.

### 18. Ubom babatshatileyo.

1. Ubuhlobo pakati komtu nabantu basebukweni bake:- Ngokwesiko lwesi Xosa, lisiko, nom-miselo, ukuba abanike imbeko, nentobeko, abantu bonke basebukweni bake, oyise, nonina womfazi, abantwakwabomfazi kunye nosapo lwabo, odade bomfazi, onina lume, nazo zonke izizalwane zomkake. Bonke kufuneka abatande, abaxabise, abahlonepe. Intlonipo ke yiyona nto imnika isidima umtu ebukweni bake.

2. Into abavinikwayo:- Ezihlobo zasebukweni uyazinika umyeni, icuba; imbola, umkwekazi ubempa ke yena iqhiya. Uyise womfazi ampe icuba. Ezizinto ke zirolwa ziyimali, ati ke umtu azitengele, lonto bekutiwe upiwe yona.

s774

K11/40

175. 3. Uhlobo lokupata abantu basebukweni:- Abantu basebukweni bomtu, bapatwa ngentlonipo, bahonjelwe babelezelelwe.
4. Imfanelo:- Umyeni akufika ebukweni uyahlinzelwa, igusha nokuba vinkuku. Umkwekazi kufuneka ambate, okanye abhinqe, xa ebona umkwenyana. Xa efikile kusiliwa zindywala, kuxhelwe, njalo-njalo.
5. Intlonelo pakati komolokazana noyisezala:- Umfazi owendileyo uyamhlonela, amhlompe uyise wendoda, nonina womyeni wake. Akanakwenza nto imbi kubo. Xa afuna ukuteta nabo, uti ka afuna ukuteta into kuyise wendoda, ✕ kufuneka abhekise kunina, ke ibe n<sup>g</sup>uye obhekisa kuyise wendoda. Zonke izihloho, nezizalwane zomzi wake, kufuneka izinika intlonipo, nokuba zincinci kunaye. Wova esiti kwintwana zana encinane engudade bomyeni wake "Sisi," kanti nasenkwenkweni ingumninawe womyeni wake, woti, "Buti," xa eyibiza.
6. Into emakabenzele yona:- Umtu owendileyo, usebenza ukubenzela okona kutya bakutandayo abazali bomyeni wake. Usila elityeni ukudla okutandwayo, ngamaxego, namaxegwazana. Kufuneka abape netiki abangamadoda kanti ababhinqileyo wobanika imizi, nezinye izinto.
7. Izihlonipo:- Kufuneka umfazi ✕ owendileyo angahambi konke enkundleni, angayi ebulanti, angaze asondele esingqengqelweni naselukukweni likayise wendoda, kanti necala eli leloxege apa endlwini, kufuneka angaze asondele, okanye ahlale kulo. Kufuneka ahlale emva, ko-176. cango endlwini angalukululi ugungxu, ade adhile kwibanga lobutshakazi. Kufuneka asoloko ebhinqile umfazi, exakatile ukuze ehluke kwintombi zalomzi wake. Kufuneka anganapakamise amehlo esengu makoti, atatele pantsi, angazibeti nezinja ezi, xa esafika. Ekutyeni akawadli amasi ade abe uwadlišiwe. Enyameni xa esafika akawutyi umbilini kwaye akayidli entloko kanti ihagu nenkuu xa esafika akazityi konke. Akambizi ngokukwazayo nomtwana lo, xa esafika, uyaya kuye.
8. Upatwa njani ulMakoti:- Umakoti naye, upatwa ngobubele, agcinwe njengomtwana wasemzini ade awuqele umzi wake. Ngumtu osoloko ehleli ecaleni kuka ninazala, efundiswa nguye amasiko nemiteto yalomzi, esitya izinto ezimandana, ezityiwa ngunina lowo. Akangxoliswa lomtu, uyabukwa.
9. Izihlonipo zika Makoti:- Umakoti upatwa njengomtwana wasekaya apa nokwenza oku, oyena utandwayo. Udla neswitisi, nenyama. Usapo olu lumbiza ngokuti ngusisi, kanti unina noyise bomyeni wake bat<sup>g</sup> Makoti. Indoda imbiza ngegama lokwenda. /Indoda.....

Indoda nomfazi.

10. Ukupatwa komfazi yindoda yake:- Indoda kufuneka impate kakuhle umfazi wayo, imhlonele ukuze ahloomeleke nakwa banye abantu.
11. Amalungelo endoda enomfazi:- Kukuba igcine umzi wako wabo, anonelele ukulima, umzi nemfuyo yakowabo, nomkake. Umfazi wake naye ayitobele indoda yake.
177. 12. Imfanelo:- Imfanelo yendoda emfazini, kukondla nokugcina umfazi nosapo olulwayo, ukugcina umfazi ecocekile ehluta, ukuwasengela amaxego, nemkake lowo, ukumtezela, nokumkelela amanzi ngefatyi. Yimfanelo yendoda ukumbalela umfazi rgamaxeshya afanelekileyo. Xa indoda isemlungwini, kufuneka amtobele umkake imali yokumondla. Xa emit i kufuneka impate kakuhle angadubeki.
13. Imisebenzi yomfazi:- Kukuteza, ukuka amanzi, ukusila utywala namarewu. Kukulungisa indlu yake ibentle. Ikwangumsebenzi womfazi ukugcina abantwana bezipete kakuhle, nangokucocekileyo. Indoda yake kufuneka ayihlambele impahla yayo. Ayilungiselele xa isiya emgidini, nasezindaweni ezizisusa.
14. Amalungelo omfazi:- Zizonte eze nazo kowobo, ezinje ngenkomo yake yobulungu, ibokisi, itafile, izitebe, nempahla eze nayo yonke yakowabo. Intsimi yake ililungelo lake emzini wake. Ukuba uze negusha kowabo, ezizezake, ezogusha zililungelo lake.
15. Imikwa yabo omnye komnye:- Imikwa yendoda nomfazi ibe yemihle, nenemvisiswano, bapatane ngotando, nobubele.
16. Izenzo no monakalo womfazi:- Ukuba umfaži lo wonile, okanye unetyala. Indoda yiyo iyopendula, neyakuti ihlawule xa adliweyo.
17. Imvume yendoda emfazini:- Ewe kulisiko ukuba umfazi acele endedeni yake xa ezakwananisa nayipina into apa emzini wake. Naxa anohambo acinga ukulutata, ibe yiyo emvumeleyo.
178. 18. Umcimbi wendoda:- Xa indoda inomcimbi, ibunga nomfazi wayo, ukuze ibe iyavisisana naye umkayo. Kuxa umfazi engeko, ukuze iqube umcimbi engawazi. Kanti nokuba kunjalo iti imazise ukuba yenze okuya nokuya ngekaya eli ngexesha elitile abe engeko ngalo.
19. Unezinto zake na umfazi?:- Umfazi into eyeyake geqe yinto eze nayo kowabo enye, negusha ezililifa lake, ✕ oko kukuti, azipiwe nguyise, nenkomo yobulunga nenzala yayo. Ewe, zizezake zonke impahla eze nazo kowabo. Ityesi zake, inkuku zake, amagaba, inkuko, nayo /yonke.....

yonke impahla ayipiwe likaya lake lokuzalwa. Intsimi yake apa ke ngayo, naxa indoda yake kuyimfanelo ukuba yazi konke akwenzayo umfazi lo wake.

20. Izinto ezenzelwa umfazi, vindoda:- Indoda imakela indlu yake m umfazi emzini wake, novimba bake, imtengele impahla nezitya zonke ezifunekayo.

21. Indoda iyalalana nomfazi wayo?:- Ewe lisiko ukuba indoda ilale nomfazi wayo, imyeke xa esiya enyangeni, m naxa engumdelezana enomtwana.

22. Umfazi unako na ukwala nesondo?:- Umfazi kufuneka ondoda yake angayaleli xa ifuna isondo, ngapandle kwaxa esiya enyangeni naxa engumdelezana, naxa engapilanga.

23. Indoda iyambetana umfazi wayo? Indoda akufuneki imbete umfazi wayo, kuba lonto ilityala. Iti xa engeva, imse kowabo iti makayalwe kuba wona lendlu yabo yena. Ukuba indoda imbetile ke umfazi lo wayo, iyakudliwa ngabantu bakulomfazi.

24. Umsebenzi wendoda ekayeni layo:- Umsebenzi wendoda apa ekayeni yalo, kukwaka umzi, ukulima. Nantsi eminye imisebenzi yendoda ukuse-  
179. nga, ukwalusa impahla yayo, nokuyibala, wonke umsebenzi wapandle ebuhlanti, ukucanda, ukunonopela imfuyo le yonke.

25. Umsebenzi womfazi:- Kukupeka, ukuteza, ukusila utywala bendoda okanye obomzi wake, ukuhlakula intsimi yake, ukugcina uyise zala noni-nazala njalo-njalo. Ukugcina indlu yake icocekile, ukuvuna intsimi yake. Wenze ingqayi, izitebe, izindlu nengobozi.

26. Intu eyehlaysa xa umtu engawenzi umsebenzi wendlu:- Ukuba umfazi okanye indoda bate abafinyelela ekwenzeni lemisebenzi yabo, umzi .swu-vumi kakuhle, uyacitakala.

27. Intu eyenziwa kumfazi ongazaliyo:- Ukuba umfazi akazali, indoda iyamgcina, ihlale naye, imnyange, imse nasemaculeni am-misele. Ukuba ke indoda iyatanda, kulamaxesha ke bekungekabiko nto yokulawulwa bubu-Kristu ibisuke indoda izeke omnye umfazi, owoti ke yena mhlawumbi abe nenzala.

28. Umfazi ozele umtwana omnye okanye abambalwa:- Ukuba umfazi uzele umtwana wamnye, akuko nto yenziwayo yindoda, ntonje isike ibulele oko ikupiwe ngu Tixo, ingeyi. Kubantu aban&isifembu ke, iti indoda akuba umfazi engazalanga mtwana wasebuhlanti isuke iyekutabata ikwenkwe

/kwenye.....

kwenye indlu kanti ke lomtwana eyinkwenkenje, woti abe yindlalifa kulondlu abe efakwe kuyo, ilifa lilunge kuye.

180. 29. Ukufelwa komfazi:- Ukuba umfazi uyafelwa ngabantwana beselula, kuye kufunwe amagqira namaxwele, banyangwe bobabini abazali abo.
30. Ukungabi namandla kwendoda:- Ukuba indoda ayinamandla, iyanya-  
ngwa ngamayeza esixosa.
31. Liyafunwa na iggira:- Ewe iggira bayazisa kulo libanyange.
32. Kuzekwa omnye umfazi na? Ukuba amagqira oyisiwe ukumnyanga umfa-  
zi lo kwanendoda indoda enye isuke izeke omnye umfazi wokuba abe ngo-  
wesibini, angatali ndawo yalowa. Akagxotwa lowa wokuqala. Lowo wesibini  
uzekwayo, uzekwa komnye umzi, alotyolwe ngenkomo zalomzi. Oko-  
kukuti ngenkomo zalendlu inkulu.
33. Intu alotyolwa ngayo:- Lomfazi, ulotyolwa ngenkomo, igusha,  
nemali, njengabo bonke abafazi abazekwayo.
34. Isizatu esibangela uba kuzekwe:- Lomfazi uzekwa mva ke, ngenxa  
yokufelwa, okanye ukungazali kwalowa ungumfazi omkulu. Utu ke yena  
uba ute wazala unyana, abe yindlamafa kulomzi.
35. Abantwana babo:- Lendlu yokuqala naleya yesibini, azidlelani  
mafa. Unyana walo mfazi wesibini, owelekela omkulu, nokuba ngopakati,  
onyuliweyo, uyatatwa afakwe kulamfazi ungazalanga, abe yindlamafa,  
yalondlu.
36. Urexzo lwendoda:- Xa indoda irexezile nomfazi wenye, idliwa  
inkomo ezintatu yinkosi kanti xa im-mitisile idliwa inkomo ezintlanu  
yinkosi. Kaloku indoda leyo imfazi amitiyo yona imangalelwa enkosini  
lowo umitise umkayo.
181. 37. Ukurexeza komfazi:- Ukuba umfazi urexezile, indoda yake yosuka  
im-mangalele enkosini lowo urexeze nomkayo. Ke uba umiti lowo umiti-  
sileyo wodliwa inkomo ezintlanu. Inkomo yesihlanu, isala enkundleni  
ke ezine zihambe nendoda leyo imfazi umitisiweyo ngorexezo. Umfazi  
akabetwa yindoda kuba lonto ilityala ngokwayo. Ukwaliwa kona yindoda  
umfazi (divorce) yinto yaxa indoda ide yaruquka, \* sisimilo somfazi  
wayo, izive engenako ukumnyamezela ukuhlala naye. Iti ke imbopele  
impahla.
38. Intu eyenziwa kumrexezi:- Umtu ongumrexezi udliwa ~~ya~~ yinkosi,  
njengoko sesitshilo. Udliwa inkomo ezintlanu xa emitisile, kanti ke  
yona eyesihlanu isala komkulu, ezine zibe zezomfo lowo umitiselwe

/umfazi.....

umfazi wake. Akabetwa xa engabaleki kwaye akabulawa futi.

39. Iziqiniso zokurexeza:- Izinto eziba bubungqina xa umtu erexezile, kukubanjwa erexeza nokuba kubanjwe intlonze. Intlonze ke yinto ete yahlutwa kumrexesi, eti ibebubungqina ematyaleni. Enye into ebu-bungqina, ngabantu ababembizela umfolowo. Uti ke umfo lowo ungumrexesi xa selebanjiwe esematyaleni, babe ngama ngqina enkundleni komkulu. Abanye abantu ababangama ngqina, ngabantu abake bambona umtu lowo esiya, okanye elele okanye evela kulontokazi. Enye ke indawo iti kwa intokazi leyo imxele ukuba nguye akuko wumbi.

40. Ukukawula komfazi indoda ingeko:- Xa umfazi ekawula indoda ingeko, zeke ibubungqina obo bokuba urexezile lomfazi nenyi indoda.

41. Ukufana komtwana nerexe:- Ukufana komtwana nendoda ekutiwa ibilirexe lake umfazi, bubungqina bokuba ngokwenene lomfo uberexezile nalo mfazi, kuyimfando yokuba adliwe nokuba selekanyela, xa umfazi esiti nguye omenze nzima, irexe abe enalo.

42. Urexexo luyaxolelwaa:- Urexexo kwaXosa aluxolelwa, ngapandle kokuba umfazi umpumile akusamfuni mpela. Nokuba indoda ayina budoda, ayimitisi, nokuba kudala ingeko ingamhoyanga kufuneka agcine lomzi yena, kuba isiko liti, umfazi uzekelwa ukugcina umzi wakowabo ndoda, nabazali bendoda. Kufuneka ehleli ke wabagcina nokuba itenina yona.

43. Izinto ezibanga ingxabano pakati kwendoda nomfazi:- Izinto abadla ngokuxabana ngazo, kukurexeza komfazi, okanye indoda ngokwayo ihambe gqita emankazaneni, kanti yoti nokuba akupilwanga yintsapo ekaya apa, imshiye yedwa umfazi. Ukuba umfazi uyahiliza angabuyi ngexesha ide indoda imrorele uba uvela kurexeza, ize ke indoda isuke ixabane naye. Ubuwila, nobuxelegu bomfazi, kwanokunga yondli indoda yake. Nokuteta kakubi, ezozinto zikwadala ukungabi ko mvisiswanc pakati kwabo. Indoda engxola gqita, nebetayo emfazini naselusatsheni apa, iye ixabane nomfazi bangavisansi.

44. Uyabetwana umfazi, ebetelwani? Umfazi uyabetwa yindoda, naxa lonto ingelilo siko lihle nakubanina olenzayo. Indoda umfazi wayo imbeta xa engayitobel, iti indoda iteta apendule anganiki mbeko, naxa esenza nayipina into ecasene nomteto wendoda yake.

45. Uyakalazana? okanye abaleke? Umfazi uti akubetwa yindoda yake, akalaze kubantu ~~z~~ bomzi wake, axele ukuba akapetwe kakuhle yindoda yake. Ke uti ukuba akeneli yinteto yabantu bomzi wake aggitele kuyise

/amzalayo.....

amzalayo. Uyise ke yena uti akubona ukuba indoda yonile, amteleke umtwana wake lowo, kanti yode irole inkomo indoda leyo, ukuze akululwe umfazi lowo ebukweni.

46. Iyatintelwana indoda? Ewe, kuyatetwa ngabantu xa umtu emenza ingqongqo umtwana womtu. Kuyabhekiswa endoden'i le ngabantu bakowayo, kanti bona abakulomfazi, bateta beteleka umtwana wabo, bejunge nokuba ahlawule umfana ongenabuntu emfazini wake.

47. Ukubetwa komfazi, abalekele kowabo:- Xa umfazi ebetiwe yindoda yake, wada wabaleka waya kowabo, kuhamba umyen'i, namadoda akutshwe nguyise wake, baye kulemzi waze bukweni bomfana, baye kungxengxeza kuyise ukuba akululelw umfazi wake.

48. Into ebizwayo, nomtu oyirolayo:- Uyise wentombi ubiza inkomo, yokuba umtwana wake epetwe njengenja, wada wabalekela kuye. Ade ati ukuba ubaruqule, kutiwe, "Yibuyisele kwakuti intombi yetu". Ke abaku losoka bozama ukungxengxeza, pofu imilowo ime kulonto. Ke kude kuktshwe inkomo ngusosoka iye kusontombi.

49. Amatyala pakati kwendoda nomfazi:- Amatyala apa kati kwendoda nomfazi ayaya enkundleni yamatyala (Court) kodwa ngamaxeshha amandulo, oko inkosi zabantsundu bezisazipatele, zizigwebela, lomatyala ebetetwa  
184. agqitywe yinkosi, ide intimbe lowo unetyala.

#### Umzi wesitembu.

50. Uhlobo lokuzekwa kwesitembu:- Ayikolento kutiwa akuzekwa sitembu mzini mnye. Ike ihlale ihlale ibhaqek'e lonto. Umtuyedwa umfo ka Tebetu, wazeka intombi yika Sofuto, zada zambini ngokuzana kwazo. Yabisitembu esingaqelekanga ke eso.

51. Mkulu wonke na umfazi emzini?- Hayi, oyena mfazi m'kulu emzini ngozekwe kuqala. Kanti uba bebebabini waza wafa omkulu kwaza kweze kwa omnye ubamkulu lowo wesitatu xa etatwe wafakwa kundlu nkulu, xa kutiwe uzekelwe uba abe ngunina wabobantwana bomfikazi.

52. Into exela ukuba umfazi m'kulu:- Ubukulu bomfazi buxomekeke eku-beni nguwupina ozekwe kuqala. Ozekwe kuqala unikwa x iwonga lokuba ngumfazi omkulu.

53. Ubamkuluma umfazi ongumzala wendoda?:- Hayi bo, esixoseni, indoda ayimzeki mpela uMzala wayo. Lonto itatwa ukuba ngumbulo.

54. Ubukulu ebafazini besitembu:- Ukuba intombi yenkos'i izekwe tanci iba ngumfazi omkulu, kanti uba izekwe mva ayinako ukuba ngumfazi /omkulu.....

5774

K11/40

omkulu nokuba izalwa yinkosi.

55. Umnqweno wendoda:- Ayingomnqweno wendoda ukuba umfazi abe mkulu, kuxomekeke ekuzeke ni, lowo ute wazekwa kuqala. Yinkosi yodwa enokuti umfazi ozekwemva abe yinkosikazi xa ite yazizekela abafazi bayo laza ibandla lenkosi lafuna uba izeke inkosikazi, litsho lizirole ngokwalo

185. inkomo ezo iBandla kanti iti inkosi uba ayisafuni kuzeka, iti hayi sendipelile kutsho ke konyulwe kwababafazi benkosi oyena uzakuba yinkosikazi. Nokuba ngowesitatu ukuba konyulwe yena yoba nguye inkosikazi.

56. Zizizalwane zentombina ezifuna uba ibe ngumfazi omkulu! Hayi, izizalwane zomfazi azinako ukuti intombi yazo mayibe ngumfazi omkulu emzini. Asiyiyo ndawo yabo leyo.

57. Kulungilena ukuba nfumfazi omkulu? Ukuba ngumfazi wokuqala emzini kulungile, kubantu abamnyama, oko kukuti abangezizo inkosi, kuba nguye oba ngumfazi omkulu. Yinto etandwayo le ngumtu wayo, kuba iliwonga. Umfazi omkulu enkosini ngulowo usuke watandwa yinkosi, okanye ozekwe libandla.

Ewe, omkulu umfazi yena uzingela ukuba onewonga, ngapezu kwabanye bonke.

58. Kuyanqweneleka na ukuba ngumfazi wesitembu? Ukuba ngumfazi wesitembu, yinto enqwenelwayo ngabafazi, pofu xa indoda ifumileyo iyanqwenelwa nokuba inesitembu zintombi. Kodwa xa indoda le ingakwazi ukupata isitembu, akunqwenelwa kwendela kuyo.

59. Abafazi bayawakutazana amadoda azeke isitembu? Abafazi abacingi ukuwakutaza amadoda ukuba azeke isitembu, kuba abafazi bahleli benobukwele, kuleto yesitembu.

60. Indoda iyakutazwana ukuba itshate intombi ezizalanayo:- Hayi, ayenziwa lonto yokuba ikutazwe. Iyazenzela ngokutanda kwayo, kwaye yinto enqabe kakulu leyo uba yenzeke.

61. Uhlobo lokondliwa kwendoda ngabafazi:- Abafazi bayo indoda, bayizisela bonke ukutya ize ke yona ikete esona sitya isitandayo. Ezinye ezi, zoti zityiwe nje lusapo lwasekaya apa. Bakuzisa miso le bonke okukutya endoden.

62. Ilala endlini yayona indoda? Indoda enesitembu ibanayo eyayo indlu. Iti ke ipume ihambe ibabalela ngabanye. Iti ke xa ibalele lomfazi ilale endlwini yalomfazi, kude kupele ~~mm~~ ixesha elitile.

63. Uhlobo lokupatana kwabafazi besitembu:- Abafazi basesitenjini /bayambeka.....

bayambeka lo umkulu, njengokuba eyinkosikazi. Bona bodwa kuyafuneka ukuba babekane, ngokomyalelo wendoda yabo.

64. Bayancedana na? Kuyafuneka bamncede bamkonze lo umkulu umfazi, bamhlionipe. Kanti nabo bebobwa, bamele ukuba bancedane, basebenzisane emisebenzini yabo.

65. Buhleli bukona ubukwele? Ubukwele buko kakulu esitenjini, kude kusuke kuxatywane maxa wambi. Kutiwe omnye utandwa kakulu umfazi yindoda, atukwe, lonto ide idale ukulwa nokutiyana.

66. Ukugcinwa kwalifa lezizindlu:- Izinto zomfazi ngamnye ziyoohluka kubo bonke ngabanye. Indlu yomfazi omkulu, yeyomfazi omkulu eyomncinci yeyake kwapela njalo njalo.

67. Bayapanana ukudla:- Abafazi besitembu batya kunye sityeni sinye Abafazi bay a ncedisana naseku kangeleni abantwana bonke bendoda yabo.

187.

#### 19. Ugawule lwemitshato.

1. Umtshato ugawulwa ematyalenina? Ngokwesiko lwesi Xosa umtshato uqawulwa kungakange kuyiwe enkundleni yamatyala. Into emsayo umfazi enkundleni yamatyala, kuxa eyekumangala xa indoda ingampatanga kakuhle Nangoko uti umfazi ukuze aye komkulu apo, ibe into yoyise, (amatile) ayimenelisi ngokwendlela ke agwetywe ngayo ngamatile.

2. Ugawulwa kuyiri inkundla:- (Ityala) uqawulo mtshato oluxonywa kwinkundla yamatyala lolu lwaxa bekutshatwe ecaweni ngolwesiko lesi Lungu. Esintwini ayinjalo lonto.

3. Izizatu zokugawulwa komtshato:- Xa indoda impete kakubi umfazi wayo, okanye izipete kakubi irexeza, ihiliza, imtuka kakubi umfazi, naxa ite umfazi yamzisela ukufa okunje ngozigcushuwa njalo-njalo, okanye xa engenanzala umfazi usuke maxa wambi afune ukuyele indoda. Indoda iti xa umfazi wayo erexezile wadawa fumana umtwana kwenye indoda elirexe naxa ete akayitobela, naxa atakatayo, okanye eludlolokazi, okanye engawenzi umsebenzi wendlu yake nezinto eziyimfanelo yake, naxa ete wemka nenyi indoda, isuke imale umfazi wayo kuqawulwe umtshato ke ngoko.

4. Xa indoda inexesha ingeko, nyagawulwana umtshato? Lento yokuqawulwa kwemitshato yayinga siyonto ikoyo kwaNtu kudala. Ibisiti nokuba yindoda le ihleli inyibilikile kumazwe akude, kanti umfazi wohlala yena alindele lomini yoze ibuye ngayo. Namhla uti umfazi kwakuba

189. lituba, mhlawumbi elingange minyaka nokuba mitatu indoda ite nya,

asuke azendise okanye ayale indoda.

/5. Xa umfazi.....

5. Xa umfazi esala indoda:- Xa umfazi efikelele ke kwituba lokuba ayale indoda usuke abekise kuyise omzalayo ati uyise makakupe inkomo zekazi lake zisiwe kulamzi zazivela kuwo, kulondoda. Kuye kutiwe ke lontokazi izikupile inkomo, abe ke umfo lowo waliwe yilontokazi ibingumkake. Umtu owayezakuzela lo ndaba yomtshato, uye axeletwe aziswe ukuba kuko into ekoyo, i.e., umtshato owayewuzakuzelela ucitakele. Namadoda alomzi ayaqokelelwa aziswe ukuba kuko into enje, okanye afune ukwazi unobangela walonto yokokwahlukana. Intombi leyo iye ixele kowayo izinto eziyiruquleyo endodeni eziyenze yacinga ngokucita umtshato. Izizalwane zendoda le yaliweyo ziyacelwa ukuba ziyouputuma elokazi kunye nonozakuzaku owayezakuzakuzelela londaba. Xa ke iyindoda ngokwayo emalayo umfazi, inkomo zekazi azidli ngakubuyiswa.

6. Into eyenziwa ngempahla yendlu xa kuqawulwe umtshato:- Xa ke sekuvunyelwene ekubeni mawuqawulwe umtshato, impahla yendlu nezitya, umbona womfazi nezinye izilimo zake kwanezinye izinto ezizezake, ezozi-  
nto zonke zisala kulomzi, kungemki nanye into ehamba nomfazi.

7. Ummini bantwana:- Abantwana ngabendoda nokuba sekone banina paka-  
ti kwendoda nomfazi wayo, ukuze kucitwe umtshato, kuba ngokwasesi  
189 190. Xoseni, indoda ikupa ikozinje, ijonge ukuzalelwa ngulomfazi wayo.

8. Zibuyiswa zonkena inkomo zekazi? Emva kokuba umtshato ucitiwe,  
ikazi likutshwa lonke ngokweliya nani lalikutshwe mhla mnene. Pofuke lubako uhlengahlengiso oluti lwensiwe ngokumayela nabantwana abaze-  
lwe ngumfazi lowo.

9. Into eyenziwa ngabantwana:- Abantwana ngabendoda nokuba sekone wupina ukuze kude kucitwe umtshato. Inkomo zijonge amasu omfazi. Ekuketeleni inkomo kujongwe amasu alo mfazi. Ilisu libetana nenkomo. Ukuba amasu angapaya kwenkomo, akuko nkomo zikutshwayo ukuya kulondoda Futi abantwana abayimiggakwe ababalwa kwezi nkomo mpela bona. Nantsi imizekelo:- Ukuku ka Mdwaru wayezeku uNongazi ka Nenemba. Inkomo ewayelotyolwe ngazo zazilishumi. Ke uNongazi lo wayendele esiten'ini waza ke wabanobukwelegqita kwada kwalonakala uba Mabahlukane nendoda yake. Inkomo zazilishumi amasu ematandatu. Kwaketwa kwamkazane kwasala zantandatu. umtose ka Galeni wayendele ku Mbi ka Baleni. Wati umtose esazele umtwana wamye akayifuna indoda. Inkomo zekazi zazisibozo ke kwahamba zantandatu kwasala eyomtwana neyokucita indlu. uSoniswa Hoko wala umatinini umfo ka Mswelantlori. Ikazi yayizinkomo

/ezisibozo.....

<sup>190</sup>  
~~191.~~ ezisibozo ke elo myala lagwetywa enkundleni. Amasu ayematandatu kodwa uBatayi watinjwa inkomo ezintlanu ngokwase ofisini.

10. Into eyenziwayo xa kubhubhe umtu:- Xa kuko obhubhileyo pakati kwendoda nomfazi wayo. Kulisiko lokuba lo ufelweyo azile, azipate ngokofelweyo osenzileni.

11. Imiteto yokuzipata kofelweyo:- Umfazi ukuba ubujelwe yindoda yake, kufuneka azile, acebe inwele zake nezosapo lwake lonke lwendoda yake. Kufuneka anxibe isinxibo esimnyama kulamaxesa ke sekumxitywa impahla yase mlungwini. Kanti amaqaba wona anxiba imibhaco emhlope engenalenti, umfazi ofelweyo uyagungxa xa etwele kwaye uzila isituba sonyaka wonke. Lonke ke elotuba kufuneka azile nokumetsha namanye amadoda angati sa emizini yabantu, nakwindawo ezinemigcobo, esembii. Impahla yake abe eyisebenzisa yokulala nendoda yake efileyo kufuneka ayilahle okanye ayitshise. Kufuneka kubonakale ukuba usebuhlungwini bokushiywa yindoda yake. Kanti kwanendoda xa ifelwe ngumfazi, kufuneka izile kwangoluhlobo, kuba nayo xa ite yazipata kakubi, isembii, yosu ke ihlelwe ngamashwa, kutiwe kengoko yaliwe lizila.

12. Ituba lokuzila:- Xa umtu ebhujelwe yindoda yake, umfazi uzila unyaka wonke. Ke ~~x~~ uti uze ungapeli unyaka kube kufe umtwana, oko kuti noba ngumfana ~~x~~ mdala solange eyintsapo.

<sup>191</sup>  
~~192.~~ 13. Izinto ezenziwa emva kwenzila:- Emva kokuba ixesha lenzila lipelile, kuye kuxelwe ngaba felwa abo imini yesikuzo. Ke iyaxeletwa nenkosi, eti ke yona yazise amapakati ayo ukuba baya apo ngalomini yesikuzo. Ke inkosi ngalo mini iyela ukuyala olossapo kunye namapakati ayo. Lenkomzo yezukileyo nebekeke kunene kwaXosa, kuba abafelweyo baqala emva kwayo ukuhamba pakati kwabantu, oko kukuti kwindawo eziyunguma, nokuqala ukonwaba.

14. Ukutshata kwakona:- Ukwenda komfazi okwesibini, okanye ukutshata kwendoda okwesibini, kuxo mekeke ekubeni elixesha lenzila selipelile na. Nase mva kwesikuzo, abalindelwe ukuba bayeke ukuzila lingapelanga ituba elingangonyaka.

15. Ungeno:- Xa indoda ibhubhile, umfazi wayo unako ukungenwa ngumninawe wendoda leyo. Ummuinawe lowo okanye umkuluwa wendoda yake amngene, amvusele inzala umtakwabo. Lento yongeno yayilungile mandukuba kwakusandiswa inzala, nokunqumamisa umonakalo wobuhenyu. Xa umfazi wendoda ebhubhile, inako indoda ukutata udade bomkayo ~~x~~ avuse amabele.

/16. Inakona.....

16. Inakona indawo yomfazi ukutatwa nfudade wabo? Ukuba umfazi ubhuhile, unako udade wabo ukuyitata indawo yake xa ete wafunwa yindoda leyo yodade wabo. Nomzala wayo, k nokuba ngumtwana womnakwabo, unako ukuya k'londoda ingumhlolo, xa ifunile yona.

17. Ikolisa ngokwenzeke lento? uba akunjalo xela izigatu: Lento yokuya kuzeka ebukweni inqabile pofu, kungengakuba ilinyala konke, inqatyiswe kukuba asiyonto iqeleshileyo, ihlala ihlale ibeko kumtu omnye ayenze, ayisetenziswa ngabantu.

18. Xa umtu ezeke ebukweni bake:- Ukuba umtu uyokuzeka ebukweni bakte, k kufe umkake wokuqala, kuqutywa ulwendiselwano olunje ngokuya bekuzekwa nabanina. Kaloku tentombi ifana nezinye.

192  
193. 19. Inkomo zekazi:- Inkomo zekazi zona azopulwa ngaba umtu upinde wazeka kwasebukweni bake. Ziyarana inkomo zesiko nakubani.

20. Ixesha emva kokuba atshate:- Emva kokuba umfazi efelwe yindoda, ke kufuneke ake azile unyaka wonke aze ati ke emva kweletuba abenako ukwenda.

21. Inkomo ziyapindiswa na? Ukuba umfazi ubujelwe yindoda yake uyahlala iminyaka, kodwa uti emva koko azendele xa etanda kwaye inkomo zona zekazi elo lokuqala azipindiswa.

22. Umtwana owendele kumyeni wodade wabo:- Umtwana oyekutata indawo yodade wabo, oko kukuti owendele kumyeni wodade wabo, ekufeni kodade wabo lowo, ulotyolwa njengokufanayo nawu f pina umtu owendayo. Aku-piswa ngaye, kun eko nabuyiso lwenkomo olwenziwayo.

23. Xa kungeko ntombi ingendayo:- Ukuba akuko ntombi seyikwixabiso lokutshata ebukweni balomfo ungumhlolo, ayinani lonto, kuba ayingommiselo nasiko letu lonto yokuya kuzeka ebukweni. Kuxa utandile nje kodwa ukuze uyenze lonto.

24. Ukutatelana indawo:- Elisiko aliko mpela kuti tina, ngoko ke asinto ikoyo le yokutatelana indawo kwabantu abazintombi m'zini mn'e. Into esiyaziyo tina, umtu uyaya kuzeka nje ngoluhlobo luqelekileyo, avuse amabele.

193  
194. 25-8. Ukutatelana indawo:- Njengokuba elisiko lokutatelana indawo komtu nodade wabo endoden, lingeko kuti mpela, ezinc'kaca esingebi nako ukucacisa nto ngazo.

29. Umhlolokazi emva kokufa kwendoda yake:- Emva kokuba indoda efile umhlolokazi lowayo uhlala kulomzi wendoda yake, azilimele umhlaba

/wendoda.....

wendoda yake, arafe ishumi eliyimali yentsimi yendoda yake.

30. Uyagodukana:- Uhlala emzini wake umhlolokazi, uti aze acinge ukugoduka abe akazalanga ade ke maxa wambi atande nokupinda ende.

31. Kuxomekeke ebudaleni, okanye kwinani labantwana? Akufunekanga aye & ndawo nokuba mdala nokuba selezele abantwana abangapina. Ugcinwa yindlamafa yake.

32. Ugcinwa ngubani? Akagcinwa nanguwupina umtu umfazi ofelweyo yindoda yake, ngopandle konyana omkulu, oyindlamafa yake.

33. Xa kungeko mtu wokumgcina:- Ukuba umhlolokazi akanamtu wokumgdi-na, konyulwa umtu ongumzalwane yimilowo ukuba amgcine, Asingomhlolo kazi ozonyulelayo.

34. Unokwala na? Ngokwesiko umfazi ongumhlolokazi, akanako ukwala umtu ekutiwe makamgcine. Umfazi lo unyanzelwa ngumteto ekubeni angamcas i umtu onyulwe yimilowo ukuba amgcine.

35. Xa engavumi ukugcinwa:- Aliko isiko eliti umtu makatatwe kowabo kwelokuzalwa ikaya, nokuba akasavumi ukugcinwa ngumtu otile. Nenkomozekazi, azinakubuyiswa kuba lomfazi uhleli egcine inkomo zomzi wake kwanosapo lwendoda yake.

36. Xa umhlolokazi endele kwizizalwane zendoda yake:- Lento igama layo kutiwa lungeno. Ke umfazi lo akawushiyi umzi wendoda yake kodwa akahlali nalondoda imngenileyo kwindlu ebehla kuyo nendoda yake,  
194  
355. uhlala kwenye.

37. Ubangakanani na lomfazi? Lomfazi nje ngoko engenwe unobake ubukulu kuba indoda leyo sukuba ivusela umzalwana wayo inzala. Akacuku misi nto kubafazi balendoda abazekiweyo.

38. Ubizwa ngoba mkuluna? Xa ebemkulu kulondoda yake usemkulu, kodwa engenako ukutata ubukulu babafazi bendoda emngenileyo.

39. Into eyenziwa ngabantwana balamadoda:- Uba umhlolokazi ute wenda akendi nabo abantwana bendoda yake yokuqala, kuba abo bantwana baku-lela lamzi ukuba bawake bawuvuse. Ke uba ute umhlolokazi lo wangewa banye abo bantwana, kuba sukuba kuvuselwa umfiinzala.

40. Umzalwane wendoda yake:- Uba umfazi lo ute wabanandoda imzali-sayo, ingazalani nomyeni wake ufileyo, londoda ayibizwa ngokuba iya rexeza. Iyavunywa ngumzi ukuba igcine lomfazi, ade afe imgcinile. Abantwana ke bona abo ibazalis kulomfazi, balilifa lasekayapa, kodwa bengenakudla lifa bona.

/41. Into.....

s774

K11/40

41. Into abanokuyifumana:- "babantwana bazelwe kwesituba, balilifa lase kayapa, abanalifa. Banganazo inkomo xa ngaba bapawulelwe yindla mafa yomzi lowo womfi.
42. Uyayana umhlolokazi nabantwana bake kowabo? Umhlolokazi, uyahamba nabantwana bake ukuya kowabo lokuzalwa, kanti ke ababantwan<sup>a</sup>, boti bakuba badala bakutshelwe inkomo yesondlo, ukuze babuye kulonina, baye kowabo.
43. Umtu onokubalungiselela:- Ababantwana umtu onokubalungiselela into, yindlamafa, ngokuti ibapawulele, xa uyise efe engazange abapawulele. Izizalwane zona zingacebisana nje nendlamafa, lonto, kungeko kuba zingalungisa nto.
44. Kungako bang<sup>o</sup> na? Akuko bang<sup>o</sup> lanto xa sukuba konke kwenziwa indlamafa ikona.
45. Bapindela kumzi kayise na? Bakukula abantwana, banako ukubuyela kowabo, apo bazalwa kona.
46. Unako na umhlolokazi ukuhamba nempahla yake? Ukuba umhlolokazi uhamba nendlamafa yake uvumelekile ukuba angahamba nempahla yake ezinkomo, nayo yonke enye into kuba uhamba nenkosi yalomzi.
47. Ukumka komfazi enxoweni lake:- Umfazi xa emka onxoweni lake, akapiwa zinto zizizipo nezalupina uhlobo.
48. Xa umfazi egodukile:- Ukuba umfazi ugodukile waza wafika wazala kowabo, usazalela umzi wake nalapo, kuba kaloku akendiswanga.
49. Unako na ukwendela komnye umzi? Unako ukuti ngokwakowabo, endele komnye umzi, kodwa ke kuqale kuketwe, kubeko inkomo zokucita umtshato.
50. Wenda pantsi kwayipi imigangato! Umfazi ukuze endele kwenye indoda, engenabuhlobo kuleya yake yokuqala sube etandile, esatanda ukwenda.
51. Xa indoda entsha ingalobolenga:- Ukuba lendoda intsha ayirolang kazi, abantwana ngabalamzi wokuqala, lowa wawulobole.
52. Bangahamba abantwana nonina? Abantwana baleya ndoda yokuqala banako ukuhamba nonina, baye kulamzi wamva.
53. Une bang<sup>o</sup> na kubo? Ababantwana akanabango kubo, kwaye engenako nokubiza nenkomo yesondlo.

196  
197.20. Impahla (Property).Impahla yendlu ne yomtu.

1. Impahla:- Impahla yokunxiba, izihambiso, ingubo, impahla /yokusebenza.....

s774

K11/40

yokusebenza, izixobo, imbiza, nezinye izitya zendlu nempahla, umtu unokwenza ukutanda kwake ngazo, kuba zezake. Okokukuti oxela eyake akabuzwa. Umtu into yake, yeyake, akanakubuzwa ~~mtu~~ mtu n'ento yake, angapisa n'ayo ukuba uyatanda, angatshintshisa ngayo xa etanda kodwa akanakuqangiswa mtu kuba uzenzela into ayitandayo ngezake izinto.

2. Abantu abanokusebenzisa lempahla:- Impahla le yendlu nayo ayilo luvakalala nje, inabaniniyo emzini. Izitya zokutyela zezomfazi, ungu-mnininzi. Iztulo, nebedi zezomnini mzi, indoda ke ngoko, kwanetafile nezixobo njalo - njalo.

3. Umtu onetemba lalempahla:- Impahla yomtu ngokwesiko lesi Xosa yeyake qha. Mtu an ati atembe kwizinto ~~x~~ zom-numzana yindlamafa yake, nayo itemba xa ate wafa. Yazi ke ngoku ukuba elolifa lilunge naye. Akuko nto iyeyabantu ababini. Xa omnye womyana epawulelwwe ezinkomeni paya, lompahla ke ngoku ayiseyiyo yamtu mnye. Lowo upawulelwweyo iyonigile ezizezake emhlambini lowo.

4. Impahla yomtu:- Ngokupeleleyo, impahla le yomtu xa efile ~~x~~ yeendlamafa. Asiyiyo eyosapo lwake. Umtu ongommnye onegunya kwenye into emzini, ngopawulelwwe ngumnini ~~x~~ mzi okanye yindlamafa.

5. Uhlobo lwezizinto:- Umtu impahla iba yeyake xa eyindla-mafa, naxa eyisebenzele, ukuba ke lowo akangonyana mkulu.

197

6. Ngokuzenzela na? Xa ngaba uyitengile iyeyake tu.

7. Xa ezenzele:- Xa ezenzele into iyeyake tu.

8. Xa eyipiwe:- Xa umtu eyipiwe into iyeyake tu.

9. Xa eyisebenzele:- Xa ngaba umtu uyifumene ngemisebenzi emihle ate wahlawulwa ngayo, yeyake tu.

#### Indawo yokuhlala.

10. Umtu wezizinto:- Umzi, okanye uvimba, okanye ubuhlanti bobomnini mzi ade afe, ati akufa ke bube bobendlamafa, uyena mtu uyinqununu emzini, nakwizinto zomzi ngulo wawakhayo ungumnini mzi.

11. Unwahlulwana umzi? Umzi unako ukwahlulwa ube ngowabantu ngalendlela yokuba ukuba indoda inesitembu, ezinye izindlu zezomfazi otile, neqadi lalo ndlu. Kanti ezinye zezo womnye, neqadi lake.

12. Kuyapiswa na n'omzi? Ewe umtu unako ukumpa umzi unyana wake, ahambé yena ayokwaka kwenye indawo.

13. Uyatengiswa umzi? Ewe, umzi ~~x~~ uyatengiswa xa umtu esinika efudukela kwelinye ilizwe, okanye xa etanda ukutshintsha elonxowa!

/Kodwa.....

Kodwa kuti bantu bamnyama, awuqeshisi umzi. Kanti ke nakulonto yokutengisa umzi umtu uyawutenga, kanti isiza esi sona usicela enkosini pambi kokuba angene ahlale kulomzi.

14. Ngowabantu ngabantu na umzi? Umzi ngo womtu omnye qa, kanti ke ukuba umtu uhlala nabaninawe bake, angabakela izindlu zabo ibe zezabo kanti yena mnye umnini mzi.

15. Umnini zilimo:- Umbona, amazimba, icuba, ubisi, nako konke ukudla ckuqokelelwa endle, kokomnimizzi. Izinto ezilunge kwinkosikazi yomzi, zezi zilinywe egadini (esitiyeni).

16. Zezomtu osebenzileyona? Izilimo zezomnimizzi kuba zilinywa nguye ezo zilinywa ngumnikazi mzi, nazo zilunge kuye. Wenza ukuqonda kwake ngazo. Pofu umtu nomkake, banto nye ke nalapa ezilimeni, emasimini nasempahleni banto nye.

17. Kuko ongenza ntona enje ngokutengisa engamxelelanga omnye?

Sisiteto nje sona esisiti, izinto ezitile zezendoda ezitile sezomfazi, kanti ke xa kufuneka omnye atengise, okanye apise, kufuneka amxelele omnye kuviwane, njengabantu abavanayo ngokumanywa ngumtshato.

18. Inako na indoda izinto zenyenye indlu izise kwenye? Izinto zalondlu zizinto zalondlu, ayinako indoda ukutata izinto zomnye umfazi, ilungi selele omnye umfazi. Into enokuyenza indoda kukuti indoda ngamagunya ayo, iyokulimela nawupina umfazi ngenkabi zayo.

19. Xa ite yatengisa indoda:- Ukuba ite indoda yatata okanye yatengisa, impahla yomfazi ongenguye omkulu, kufuneka yenze imbuyi selelo etile kulamfazi, kuba ezizindlu azidlelani mafa konke.

#### Amakoboka.

20. Balengamakoboka abantu kudala? Lento ibubukoboka asinto ikoyo apa e Mbo kwakudala. Into ekoyo ngabantu abangabafiki elalini, abafika bengenanto yabo, abantu abanjaloce bebegcinwa zinkosi, nezikulu kutiwe ngabantu babo, abasebenga ukubusa. Babusela ukufumana umhlaba nenkomo.

21. Ayekona amabanjwa emfazwe? Ewe, ayeko amabanjwa emfazwe. Amadoda, abafazi nabantwana. Ke abantu yayingabantu abasabe emfazweni. Ke ababantu, bebegcinwa yinkosi, babe lixoba lakomkulu, kanti bosebeba lilifa lakomkulu.

22. Balilungelo likabani ababantu? Ababantu, ngabenkosi yodwa, umzi awunagunya kubo. Ngabenkosi, okanye sosikulu sibagcinileyo ngokugciniswa yinkosi.

/23. Umsebenzi.....

s774

K11/40

23. Umsebenzi wabo:- Bebesenza wonke umsebenzi wenkosi. Bebesenga, behlakula, bevuna, belima, kanti kwakona bebezizitunywa nezijoli zakomkulu, ze Nkosi.
24. Babetengwa okanye betenjiswa? Ixoba lomkosi, kwakunye nawupina, umtu akanakuten wa mtu, engena kutengiswa nayi Nkosi. Ngabantu abapeta bezintonga zekhosi komkulu, ekungafane kwahlukwane nabo.
25. Uhlobo abapatwa ngalo:- Abantu abanjalo babepatwa kakuhle, besondliwa, besambeswa bade bapawulelwwe nenkomo, bapiwe nomhlaba bazilimele, bat i ke ukuba babuse kakulu kakuhle, babizwe ngesiduko sakomkulu.
26. Babenakona ukuzi kulula? Ababantu babengazitengi nganto, ukuba bemke kwinkosi zabo kanti ke bebetengwa, baputunywe ngenkomo ngamawabo, xa bebanjiwe.

Impahla ezifuyiweyo.

27. Inkomo ezi zezomtu omnye? Inkomo zinako ukuba zezomnimimzi qa. Kanti ko ikona inkomo eba yeyomfazi, le kutiwa yinkomo yobulunga, kwanenzala yayo. Lonkomo, ayinakucukunyiswa nokuba sekutinjwa, kutinjelwa ityala lendoda. Umtwana yena uyapawulelwwe, kodwa, ibekona indlamafa,  
200  
281. xa epawulelwwe. Inkomo asinto ike ibe yeyentombi, zidibene nabanakwazo Amatombazana asinto iba nenkomo apo kowabo kuba, balilifa ngo-kwebo. Inkomo eyeyeyake umtu obinqileyo, yile yobulunga, ayinikwa luguyise mhla wenda.
28. Umtu ongenakulo ukuba inkomo zezake:- Umtu ongenako ukuba kutiwe inkomo zezake, ngumtu osisinci, ongeyiyo ndlamafa okanye umnini mzi. Inkomo zibizwa ngomnini mzi qa. Isinci kwanomhlali emzini, nomqeshwa, bonke nokuba bapawulelwwe, azibizwa ngabo inkomo.
29. Intu ekufuneka umtu angayenzi:- Akufuneki ukuba axele engabaxe. langa abaninawe bonke kwa nokutengisa, nokulobolela unyana wake. Lonto ke yenza imvisiswano pakati komtu nabaninawe bake okanye nabakuluwa bake. Ukubopa inkomo alime, nokuzidipa nokuzirafela, nokubolekisa, nokumqoma umtu, nokupawulela omnye umtu, nokuba ngunyana, unako ukuzenza ezonto ngapandle kwabaninawe.

30. Angaxela, atongise, aboleke? Akangexeli nkomo okanye atengise ngapandle kwabaninawe.
31. Ukuba umfazi unenkomo yintoni ekufuneki ayenze:- Mkm Umfazi womzi, nokuba ngunyana, ongeyiyo ndlalifa, uti xa ezakuxela inkomo, /ayi pawulelwweyo.....

5774

K11/40

ayi pawulelweyo, nokuba yeyake (eyobulunga) kufuneka babhekise kumnimzi, bavumelane, bevane naye. Akagetengisi ngankomo engavumelana-nga nomnini mzi, engena kubo lekisa, nokunqoma mtu kanjalo.

32. Oyena mnini mpahla:- Impahla yonke yomzi, yeyomnini mzi, nguyemtu ongumgwebi, nomlawuli ngempahla yomzi wake.

<sup>201</sup>  
202. 33. Umfazi unako ukwenza ukutanda kwake ngenkomo? Inkomo umfazi ayipiwe nguyise (eyobulunga) akanakwenza ntando yake ngaye, ngapandle kokuba uvumelene nomnini mzi.

34. Efunyenwe ngobuggira:- Kwanenkomo efunyenwe ngumfazi ngokuhamba enyanga, kufuneka avane nomnini mzi, ukuze abenokwenza nayipina into ngayo.

35. Efunyenwe ngezinye indlela:- Nefunyenwe ngendlela ezizezimbi, ayingecitwe, ixelwe, njalo-njalo, kude kuviwane nomnini mzi, ngalondawo afuna x ukuyenza.

36. Indoda ingayenza into eyitandayo ngekazi lentombi! Indoda ivumekile ngokupeleleyo ukuba yenze intando yayo, ngenkomo zekazi lentombi yayo.

37. Angamzekelana unyana wake ngezinkomo? Indoda ingamlobolela unyana waye ngenkomo zekazi lentombi yayo. Nawupina unyana angamlobolela, ngezinkomo zekazi xa kufuneka ezekile.

38. Inkomo eyeyeyomtu ncams:- Umtu inkomo eyeyeyake yinkomo yáifa, nayisebenzeleyo, nayitengileyo, inkomo ayipiwe yinkosi nokuba upelwa ukubusa, okanye upelwa ixoba lemfa Zwe, nenkomo yokwenzelelelw yeyake, nenkomo ayipawulelw nguyise rckuba ngumzalwane wake, nenkomo yekazi lentombi yake.

39. Inkomo yomzi ivatengiswa na? Inkomo yomzi ayitengiswa, kungapiswa ngayo, okanye kwenaniswe ngayo.

40. Umnini tole:- Itole lenkomo yobulunga lelonyana oza mva komkulu. Itole lenkomo yomzi (yesinqulo) lelcnyana omkulu.

41. Umtu wenkomo ebezibiwe:- Inkomo ezilahlekileyo nezibiwego zisezezalowa mninizo xa zitezabonakala.

<sup>202</sup>  
<sup>203</sup>. 42. Xa zifunyenwe:- Ukuba zifunyenwe zisezalowa mninizo, ozifumeneyo azizozake uzifumanela umnini wazo yena.

43. Isingainisiso:- Umnini wenkomo, ungqinisisa ngopawu, ukuba inkomo ebezilahlekile zezake.

44. Abafumaní benkomo ezilahlekileyo: Abafuni, kufuneka baye kuzixe<sup>la</sup> /eNkosini.....

s774

K11/40

eNkosini inkomo, bangazigcini, baziqume, baya nazo komkulu.

45. Umtu ongowamatole enkomo ezilahlekileyo:- Amatole enkomo ebezi-lahlekile ngawomnini nkomo.

46. Umnini nkomo ezifileyo:- Inkomo nokuba zifele endle, bezilahle-kile, zifela umtu wazo, zisezezonnninizo. Ziti zakufunyanwa, zifile zihlinzwe, ziti ukuba azikaboli, zidliwe ngabantwana. Ukuba zifuny-nwa sezibolile, ziyombelwa, zingcwatye.

#### Ezinye izilwanyana.

47. Izinto ezinokufuywa ngumtu omnye:- Ihagu, izinja, negusha, ne-bokwe, nenku, zingafuywa yindoda enye. Kodwa zona ihagu nenku, ziylimfuyo elunge kumfazi. Umtwana anganayo ihagu, nenja, nenku xa eyipiwe, kanti unokupawulelwa igusha nokuba yibokwe. Umtu angadibana nomkake ngemfuyo.

48. Zingaxelwana bengazisananga:- Ukuze indoda ixele igusha nokuba yibokwe, xa izakuxela kufuneka imxelele umfazi wayo, ayazi lonto. Nomfazi xa ezakuxela ihagu yake kufuneka ayazise indoda yake.

49. Ziyabolekisa Izinja:- Inja myizange ibolekise kwaye ayiqeshisi futi.

#### Amasimi nezitiya.

50. Umtu womhlaba:- Umhlaba ngowenkosi, asinguwo wamapakati ayo.

203  
204.

51. Umtu onamagunya ngomhlaba:- Yinkosi eneliso namagunya ngokuma-yela nokusetyenziswa komhlaba.

52. Apo izinto zicelwa kona:- Ukwaka ukwenza izitya nokucela ingqina zonke ezonto zicelwa enkosini.

53. Umtu ongenkosi unawona umhlaba:- Umtu ongenkosi, unako ukuba nomhlatyana omlinge neyo ukuba alime, adle. Kanti ngqobo lomhlaba uwucele enkosini. Akanako ukuwutengisa lo mhlaba nokuwuqeshisa, kuba ngowe-nkosi anganetyala ake wenza lonto.

#### 21. Ilifa.

1. Unyana oyindlalifa xa kufe uyise:- Ukuba umtu uyafa, eshiya onya-na abasebekulile, ngulowa uyinkulu ozelwe tanci oba yindlalifa.

2. Impahla:- Yonke impahla ilunge kwindlamafa, ngapandle kwezinto ebezipawulelwe onyana, umnini mzi esapila.

3. Ayabatalwa amatyala? Amatyala alomfo ufileyo abatalwa yilo ndla-lifa yake.

4. Izipo ezenziwayo:- Izipo zibako, ezipiwa lompakati ufileyo, ke

/zitatwa.....

X11 / 40

s774

zitatwa yindlalifa yake, isebenze ukungcwaba uyise.

5. Inxenye, okanye impahla iyohlulwana? Ilifa lona lonke tu, leledlamafa yodwa, alahlulwa. Izinto ezimkayo xa kuko imfuneko, zinkomo ezazipawu lelwe lowo upawulelwego.

6. Yintoni eno kubangwa ngu Mhlolokazi:- Umhlolokazi ofelwe yindoda akanabango kwizinto zendoda yake. Ibango lake likwindlalifa yake, angenakwenza nto ngapandle kwayo. Onyana, abangezizo ndlamafa, bayapawulelwago ngumnnini mzi eseko, engekafi. Intombi zililifa lendlamafa, <sup>204</sup>  
<sup>205</sup> xa efile uyise. Abantwana bendlu encinci ~~u~~ bona bapila kukupawulelwango, akukonto banokuyifumana.

7. Zikonana izinto ezibangwayo:- Yonke into iyabangwa pofu, kanti ke yonke into ililungelo kwindlamafa, ~~u~~ bakona nabanye ababangayo, ngapandle kwelungelo, umtu obanga engeyonkulu.

8. Kuko sabelo siya eNkosini? Xa kubanjwene ngelifa, ngumtu nezizalwane zake, kubako inkomo yenkundla, esala komkulu, ~~u~~ ukuhlawula enkundla. Akuko sabelo siya eNkosini sikutshwa ngumtu, ecapula elifeni lake. Izihlobo, azinasabelo nazo elifeni lomtu.

9. Ilifa lesitembu:- Ilifa lendlu enkulu, lelendlamafa enkulu. Elase kunene, lelonyana omkulu wase kunene. Intombi yokuqala, ezelwe apa ekunene iti yakwenda inkomo zayo ziye paya kwa ndlunkulu, xa unina ebezekwe ngenkomo zendlu enkulu.

10. Impahla yezindlu ngezindlu:- Impahla yezindlu zesitembu, isoloko igcinwe yoklukile, ayidityaniswa.

11. Xa ezinye izindlu zingenandlamafa:- Xa ezinye izindlu zincundlamafa, ezinye zingenazo, kutatwa onyana abapakati, kweziya zindlu, bafakwe kwezi zingenanyana, badle ke amafa ezozindlu banikelwe ezontombi, badle inkomo zazo nje ngenkulu.

12. Kuko zinto zenziwayo? Kudala bekungeko "will", umtu ubesuka ati, ukuba unemfihlelo yemali, ayi xelele unyana wake, pambi kokuba asweleke. Kwezimini ke abantu sebeyenza i"will", yabelungu kanti ke ngo-kwesi Xosa, i"will" nguye ngokwake umninizzi. Akuko lifa lahlulwayo <sup>205</sup>  
<sup>206</sup> konke. Lonke ilifa lilunge ne ndlamafa.

13. Kuko nteto icukunyiswayo na? ~~u~~ Inokucukunyiswa into yokwenza i"will", enkundleni yamatyala, ilahlwe i"will", kusetyenziswe amagunya esiko lesixosa lelifa.

/14. Xa kungeko.....

14. Xa kungeko ndlamafa:- Ukuba akovelanga ndlamafa, konyulwa lowo ufanelekileyo, kwezinye izindlu azokufakwa kulendlu, nokuba unxayipina ewogeni lobukulu.
15. Ike umfazi okanye intombi babezindlamafa? Umfazi, nokuba yintombi abazange benziwe indlamafa emzini, kuba kaloku abo ngabegqiti emzini.
16. Umgcini uyonyulwa:- Kuti kwakuba umtu efile, umnini mzi. Konyulwa omnye kubakuluwa, okanye kuba ninawe, uba mabagcine olosapo. Xa kungeko mtu mpela usizalwane batatwa yinkosi ibagcine. Umtu ololuhlobo, unyulwa xa kungeko ndlamafa kulomzi. Ukuba iko, inelungelo, lokuba ilawule xa indala ngokwaneleyo. Umtu wokugcina usapo, wonyulwa zizizalwane zalomtu.
17. Konyulwa wupi umtu? Konyulwa umtu osondeleyo ngegazi, umninawe nokuba ngumkuluwa walowo, ukuba agcine usapo olo.
18. Uyakululwa ekugcineni kwake? Lomtu ubo egcine usapo, uti akukula unyana oyindlalifa, akululwe kulomsebenzi, wokugcina olosapo. Ukululwa ngamatile. (Imilowo) ukululwa kwisizatu sokuba indlamafa ebeyigcinele ikulile. Uye ke abulelwne ngokwesi Xosa (ngemilomo).
19. Usebenze ntoni? Imisebenzi yake kulomzi, kukulimela olusapo, nokulwalusa, nokwenza zonke izinto ebezisenziwa ngumninimzi. Kufuneka ade ayaluse indlamafa ukuze ke emva koko ayinikele indawo yayo.
20. Kufuneka eyenze kubani ingxelo? Njengokuba ke egcine olu sapo kufuneka amane esiya ku yibikela inkosi inqubo yokugcina kwake olo lusapo, kwakunye nemilovo.
21. Umbambeli:- Ukuba umgcini lusapo lo usuwe wazimosha, wazicita izinto ezitile zelifa, indlamafa inelungelo lokuya kumangalela umbambeli lowo, adliwe nokudliwa komkulu, atinjwe yinkundla.
22. Unawo amagunya? Amagunya kolusapo unawo onke, kodwa akangeciti nto yelifa, engevananga nendlalifa.
23. Umngewani komhlolokazi nendlalifa:- Xa umhlolokazi ate akewana nendlamafa, unako ke unina ukutata amanyateto, ngokubekiselele kuye.
24. Indlalifa ingena pini endaweni yayo? NgokwesiXosa, indlalifa iti ize ingene endaweni yayo, yaluswe, iyalwe ngamadoda. Ngeloxesha kuboniweyo ukuba mayaluswe ngamatile inkwenkwe yongena endaweni yayo. Ukweluka, kuqalela kwishumi elinesibozo kude kuye kumashumi omabini aneshlanu eminyaka.
25. Ilungelo lempahla yomfazi ofileyo:- Impahla yomfazi akufa,  
/yeyonyana.....

yeyonyana oyindlalifa. Iba nguye ke uti izinto zikanina, ezizezamanka zana, azabele odade wabo ngokwake. Odade wabo aba, ababangi nto, ngapandle kwayipiwe ngunyana lowo.

207. 208. 26. Xa kungeko ndlalifa:- Ukuba akuko ndlalifa, namtwana onguwumbi mpela, impahla yomfazi ilunge kulomtu usondeleyo, izininawe x njalo njalo kwa kulondlu.

27. Abanye abantu abafumana isabelo:- Akuko mtu wumbi unasabelo, ngapandle kokuba inkomo zobulunga zomfazi, zilunge kunyana oza mva komkulu. Kungenjalo umtu ozuza inkomo, nokuba zinkomo, ngote wapiwa, wapawulelwia.

28. Impahla yomfazi itiwani? Ukuba indoda yake iseko, izitiya zake namasimi ake ngawendoda yake. Ukuba ubube indoda ingaseko, indlalifa isuke iye enkosini iye kucela imvume yokuba ifumane la masimi kanina, negadi zikanina, awulahle owake umhlaba ukuba ube uko.

29. Indoda ingenza into eyitandayo na ngomhlaba:- Ukuba umfazi ufile indoda le yake ayinake ukunikisa ngentsimi yake, ingaqalanga idibane nenkosi icele kuyo. Xa iwulahla kufuneka ibekise enkosini umnininimhlaba. Indoda ukuba ifuna ukumka omnye intsimi yomnye umfazi, kufuneka acele enkosini. Lonto yenzeka xa lomfazi ebengena mtwana mpela. Ukuba unomtwana oyindoda lo ntsimi ilunge kulo mtwana. Ulilungelo lake naye xa ewucelile enkosini. Umhlaba awulolifa.

## 22. Izipo. (Contracts).

208. 209. 1. Izinto ekupiwana ngazo:- Inkomo, izitya, izixobo ukutya, utywala kwa nempahla yokunxiba zonke ezizinto apa embo, zizinto ekupiwa ngesisa ngazo, Umtu uyabusa, oko kukuti acenge ukuba makapiwe into esemwelweni wake, kanti ke nopiwa nje nesisa sotando, ingalindele kubyiswa lonto.

2. Izipo:- Zonke ezizinto zixelwe ngentla, kupiwana nje, kungajongwe mbuyiselelo. Ukuba ke umtu akube ekupile x nave wanqwenela ukuke umpe nto nave, lonto isisisa sake nje, ayisosinyanzelo mtwini into yokubuyekeza isipo ngesinye, nakubani na.

3. Izipo zomtu ozitobileyo:- Umtu ozitobileyo upiwa nokuba yinkomo, nokuba yimeli, nokuba yimpahla yokunxiba njalo-njalo ngokutanda nokuqonda kompilowo. Umtu xa epiwe upiwe, akabuyisi. Ukuba yoze ibe ibuyiswe, kuxa iyinkomo yenqoma nokuba lihamhe, nokuba yiypina ezimpahleni ezifuyiweyo.

/Ulwananiso.....

Ulwananiso.

4. Izinto ezitengiswayo:- Inkomo, amahashe, inkuku, nehagu negusha, nayo yonke imfuyo nezinto zakwa mlungu ezinje ngezitya, nembiza ziya-tengiswa xa umninizo efuna imali, enento emxakileyo.
5. Xa kutengiswa:- Umtu onento afuna ✕ ukuyitengisa okanye ukuyana-nisa, uyayixela ebantwini ati, "Ndinenkomo endiyicitayo ke madoda", njalo-njalo. Kanti ke nalo ufunu ukutenga uyatsho ukuti ukuba kuko umtu otengisa ngenkomo angezakum, ndiyayifuna inkomo.
6. Abarwebi bamanye amazwe:- Ukuba umrwebi uvela kwelinye ilizwe, ucela invume eNkosini, yokuba arwebe, imhlabeni wayo, kodwa ke aka-bhatali mali, into ayenzayo kukucela, aze ati akuvunyelwa, arwebe.
7. Isimilo somrwebi:- Kufuneka umrwebi isimilo sake silunge, anga-banyhukutyi abantu xa erweba pakati kwabo. Makalulame, angatuki, uku-ze abantu bamtande, norwebo lake libe nebuyambo.
- 209  
210. 8. Ukudla abantu:- Yinto embi kakulu ukubadla abantu xa utengisayo, ayisosihle lonto.
9. Uhlobo lentengiso:- Xa kutengiswa izinto ezinje ngomacuba, akuko zikali zakulinganisela. Kutatwa nokuba sisiciko sebhékile, kulingani-swe ngaso, sisinye, xa sizele, fitiki, kanti koqutywa ololobo.
10. Ayafuneka amangqina? Akuko mangqina akoyo kuti, kuba asinazo incwadi zentengiso (receipts) ebe zingaba bubungqina. Ngoko ke akufu-neki bungqina, siyatengiselana nje.
11. Impahla etengiswayo:- Xa impahla izakwenaniswa, iyadweliswa nga-mehlo. Omnye uyaya kulibona ihashe lomnye alifunayo, kanti ke boteta, aze nalonto afuna ukulitenga ngayo ihashe elo, nokuba yinkomo, okanye elinye ihashe, okanye impahla emfutshane.
12. Imilinganiselo:- Xa kutengiswayo, kusetyenziswa imbiza neziciko zazo, neziciko zebhekile, nengxowa, nezikotile, nengobozi.
13. Amaxabiso:- Ukuba igusha uyayitenga, ibetana nengxowa yombona. Ka kuyindlala, igusha ezimbini zibetana nengxowa yombona. Ibokwe nayo ikwanjalo. Lendawo yamanani, ayimi ndawonye, kuba tina njengabantu abanesisa, kuxutywa nokupiwana, ngezizinto, amanani ke angafani, kuba-nto abatengiselana bevana, ✕ nabazalanayo.
14. Alindelékile na amabaso:- Amabaso alindeleke kumtengisi ngapezulu komtenyi, kuba kusoloko kulindeleke ulwaphulelo kumtu otengisayo.
15. Liyenziwana ityala? Ityala, oko kukuti ukutemba umtuukuba woza nayo entlawulelo yako, liyenziwa kwa Ntu.

211/16 Tnta

s774

K11/40

- <sup>210</sup> 211. 16. Into yentlawulo ixelwa pambi kwamanggina? Into umtu atembisa ukuba wohlawula ngayo umtu, uyixela kuko abantu abangamangqina.
17. Sivenziwana isitembiso? Ubungqina bupelele kwinto yokuba kutenjwe ngabantu. Utu lowo wenze esositembiso kuko abantu abangamangqina, kubbe kupelile, woti ke atenjwe uba uyakwenza ngokwesitembiso sake.
18. Xa into etengisiweyo ifile:- Ukuba into, okanye izinto zitengisiwe, azikatatwa, ze ife, okanye yehlelwe yingozi, okanye ilahleke, lonto, ifela lamtu ebe yitengile. Pofu ásilotyala lamtu kumtengi naku-mtengisi.
19. Xa kutengiswe inkomo ingekakululwa:- Ukuba umtu, uyitengile inkomo, kodwa akakayitabati, inzala yayo, ngoku kanye iselapa, \* yeyalamtu uyitengileyo. Kuyimfanelo yake ukuba ayibange.
- Ukwapula iziggibo.
20. Sike sapulwe isiggibo? Yinto ekoyo ngokubanzi, nokuqelekileyo, ukuti umtu ugqibe naye, asuke yena asapule esosiggibo. Maxa wambi isiggibo umtu usapula emva kokuba sekugqitywe, kwapetwa konke.
21. Ike ipindiswe into eseeyitengiwe? Into eseeyitengiwe ayisabuyiswa kwaXosa. Etengiweyo, itengiwe ayinakubasabuyiswa.
22. Uyahlawula umtu owapule isitembiso? Akuko ntlawulo yenziwa ngumtu owapule iziggibo. Akuko mteto utshoyo kuti luhlanga lase Mbo.
23. Ikona imbuyiselelo xa umtu eroxile? Hayi, akuko mbuyiselelo yanto yenziwayo, neyalupina uhlobo. Xa k umtu aroxileyo, sube eroxile, enge nakuba sabuyisa nto, xa engatandi kwenza nto ilolo hlolo.
- <sup>211</sup> 212. 24. Inokwaliwana into ekuhlawulwa ngayo? Umtu uyala xa into ingalunganga. Oko kukuti, inkomo xa ibhityile nokuba ikangeleka ngati iyangula.
25. Linakona ityala ukubhatalwa izigendu? Ewe, xa \* nite nenza izigqibo navumelana, umtu unako ukubhatala iziqendu ngezi qendu.
26. Into eyenziwa kumtu ongabhataliyo:- Xa umtu engavumi ukubhatala, uyamangalelwaa eNkosini.
27. Inzala iyamangalelwaa? Inzala yemali ayiko kuti tina kwa Xosa, yinto yakwamLungu le yenzala. Kwezimini, ukuba umtu akabhatali, ufa-kwa emaGqweteni. Kungenjalo woti mhlawabatala, abatala lonto ebemelwe kukuyibhatala, kungahikonzala, nanto yongezelelwayo.
28. Inako na into etengiweyo ukutinjwa? Xa utengisa into, kufuneka ungamniki umtu, engaku nikanga intlawulo yayo. Ukuba ke umnikile, unako ukuya kuye, uyitate, uyitimbe, xa engabatali.

/Imholakiso

K11/40

s774

Imbolekiso.

29. Izinto ekubolekiswa ngazo:- Kuyabolekwana ngamakuba, i-ere, inka-bi zokusebenza, nezikofolo, neplanta, nefatyi zokuka amanzi, nempahla yendlu, xa umtu ezakufikelwa zindwendwe, nemali, Nenkomu zokusenga ziyanbolekisa (inqoma) yonke into iyabolekisa embo, kuba inkomo uyankwa umtu, apiwe amasi asenge kwelituba angekabinazo ezizezake.
30. Izinto ekungabo lekiswa ngazo:- Inkomo yomzi akubolekiswa ngayo, inkomo yobulunga, akubolekiswa ngayo. Impahla oyinxibayo yangapantsi akubolekiswa ngayo. Imikonto yomninizzi akubolekiswa ngayo. Umendlalo nempahla yokulala yomninizzi akubolekiswa ngayo.
- ~~212~~ 31. Izinto ekubuyiselelwa ngazo:- Lento umtu atanda ukubuyiselelwa ngayo, ilungile. Ukuba umbona ufunya abuyiswe kwangombona kuvumelekile.
32. Zibuyiswa njani? Umtu ubuyisa umbona okwangangalowo ebemtatile uwubuyisa nokuba kuninina. Kusentandweni yomtu ukuwubuyisa sowungapezulu, ejonge ukuba ampe umhlobo wake, kuba naye ebemncedile mhla mnene.
33. Kubuyiswa kwa elohlobo lombona? Ukuba umtu uboleke umbona, uvumelekile ukuba angabuyisa nalupina uhlobo lombona. Kufuneka awubuyise ube kwangako, nokuba ungapezulu, xa efuna ukuba ampe umhlobo wake, njengokuba sekutshiwe ngasentla.
34. Xa kubolekiswe ngenkabi zokulima:- Ukuba inkabi, zibolekwe zaya kulima, umtu akabataliswa, ngapandle koba ubeqashiselwe, angabolekwnanga. Ukuba umbolekwa yiyatanda ukuhlawula, uyayenza lonto ngesisa sake.
35. Uboleko lwento ezipindiswayo:- Eletu isiko lokubolekana ngesisa. Umtu uyamboleka omnye izixobo zake, amakuba ake, nayo yonke impahla yokusebenza. Indawo yokuhlawulisan xa umtu umboleke into intsha, ivela kube Lungu. Siyatatile ke nati namhlanje, ~~ko~~ kuti. Kuya batliswana xa umtu umnike into eyeyako.
36. Icinwa ixasha elingakanani? Ukubuyiswa kwayo impahla ebolekwe umtu, kuxomekeke emtwini obeyibolekile, okokuba umniniyo, uyifuna ninina. Xa eyifuna umnini wayo iyakululwa, igoduke, iyekuye.
- ~~213~~ 37. Xa inomoncekalo:- Ukuba impahla yemboleko yonakele okanye ilahlekile, omnye umtu usuke ati, mayihlawulwe, omnye ati akukonto, mayiyekwe kuba ibe ibolekiwe, xa yonakele, yonakele, asili ~~ko~~ tyala lamtu, kuba asiyonto yangabom leyos.

/38. Uyaxelelwa.....

s774

K11/40

38. Uyaxelelwa msinya umtu wayo? Xa impahla yemboleko yonakele, okanye ilahlekile, kufuneka umtu wayo, aziswe kwa nqoko.
39. Iyakandwa na? Ukuba umtu unesimilo uti, akuyapula into yomtu, akawuleze aye kuyikanda ilunge. Kungenjalo iyahlawulwa naenye xa nivumelene nalomtu ungumnini wayo.

Inkomo.

40. Kubolekwa nqenkomu, xa zizakwenza ntoni? Inkomo umtu uziboleka xa ezakuzibopa aye kuteza, okanye xa efuna ukusenga, naxa azakulima nqazo, naxa azakuya kutabata impahla yake, njalo-njalo.
41. Kubolekwa bapi abantu? Kubolekwa abantu abapantsi, abaxakekileyo nabangenazinto, abasweleyo. Nongaswelanga uyabolekwa xa ecela ukuba makabolekwe. Kubolekwa abazalwana, nezihlolo. Abangonyana, nababusi abangenazinto.
42. Ikonana ibatala:- Ukuba umboleki akatandi kukuhlawulisa, akuhlawulisi. Ukuba ufuna intlawulo, wokuhlawulisa ke.
43. Ixesha elingakanani? Eloxesha nimiselene lona ukuqashiselana kwenu, lilo ke eloti lakupela nihlawulisane.
44. Zingatatwa inkomo zemboleko? Zingatatwa naninina inkomo ezo zemboleko, ngumninizo, kodwa noko evane nombolekwa ukuze kube kuhle, bevisisane.
45. Kubuyiswa zona nciam? Kufuneka kubuyiswe zona nciam, kungabuyiswa ezinye mpela.
46. Xa kuko elahlekileyo:- Umnini nkomo, kufuneka aziswe kwangoko, xa kuko elahlekileyo, neyenzakeleyo.
- <sup>214</sup> 47. Iyadliwa inkomo efileyo? Efileyo inkomo, kweziya zemboleko, ingatijiwa, xa umnini wayo evumile ukuba filiwe.
48. Isikumba nenxaxheba:- Isikumba nenxaxheba yalonkomo ifileyo, kufuneka isiwe kumnniniyo.
49. Ulwando lwenkomo:- Umnini nkomo yemboleko, kufuneka aziswe xa kuko ulwando lwenkomo zake.
50. Iyabuyiswa inzala? Lenkomo intsha izelweyo kufuneka ibuyile nayo mhla zibuyayo.
51. Xa ifile:- Ukuba lenkomo intsha, izelweyo ifile, kuxelwelwa umnniyo, ukuba ifle ayazi lonto.
52. Iyabuyiselelwa:- Inkomo efileyo ayibuyiselelwa ngezinye, kuba zeke engelotyala lombolekwa.

/53. Ayafuneka.....

53. Ayafuneka amangqina? Mayela nezinkomo, akufuneki mangqina, kuba yinto epakati kombolekwa nomnini nkomo.
54. Zingapawulwana ezinkomo? Lomtu ubolekwayo akanagunya lokuzitshise nokuzi pawula kuba ubolekiwe asizozake.
55. Kuyabolekiswa ngenkomo! Ewe, inkomo umtu uyabolekwa xa azakulobola, ukuze ati akuzifumana azibuyise.
56. Ziyabuyiselelwa ngenye into! Umtu unako ukuzibuyisa ngenye into inkomo azibolekileyo, kodwa kufuneka ibe kwayinto ehambayo ngokwesi Xosa nokuba zigusha, nokuba zibokwe, azibuyiswa ngamali.
57. Ziyabuyiswa ngenkomo zikazi lentombi yokuqala? Inkomo abe ezibolekile unako ukuzibuyisa ngenkomo zekazi lentombi yake yokuqala.

Lilisiko letu tina uba upu xa ebelotyolelwazirole ezonkomo kwikazi lentombi yake yokuqala. Noba seyingunyana, xa elotyolelwa nguyice, intombi yokuqala yekayisa, oko kukuti inkomo ezo zalontombi zilunge kuyise omkulu ukubuyiselela iziya kwakulotyolwe ngazo.

- 215  
216. 58. Ziyadiswa ezinkomo? Inkomo nokuba zibuye ninina, zibuya zilelonani lambha mnene, azibuyiswa sezinenzala. Ayiko lonto kuti.

#### Imihlaba.

59. Izizatu zokubolekisa ngomhlaba:- Umtu ubolekisa ngomhlaba xa eqonda ukuba uyamoyisa, akawufezi. Uyaya enkosini atete nayo okanye accele kuyo, ize iti yakumvumela, abolekise ke ngawo. Ngaxa limbi xa epantsi engenazinto, ubolekisa ngawo kwangolohlolo.
60. Kubolekwa bapi abantu? Wonke umtu ocelwayo ukuba abolekwe uya-bolekwa akukataleki nokuba, asingomzalwane wake.
61. Kuyahlawuliswa? Lomtu, ubolekiweyo, akahlawuli. Ukuba sisahlulo kuvumelekile ukuba bahlulelane ngemveliso yomhlaba lowo. Ituba lokubolekwa kwake lona, lisekutandeni komtu, ekubeni ebetete nenkosi.
62. Ixesha lesaziso elifunekayo:- Umtu xa ebebolekwe inkomo, unikwa ituba, lokuba ezibuyise, azeke ati, lakuba lipelile elotuba azibuyise.
63. Abafazi bayabolekisa ngomhlaba? Abafazi abanamagunya okubolekisa ngamasimi, ngapandle kokuba, bavane namadoda abo, ukuze bayenze lonto.
64. Angabolckisa amadoda ngapandle kwabafazi? Amadoda nawo akanako ukubolekisa ngamasimi de abe avene nabafazi, ebuncinaneni, indoda mayivane nomfazi omkulu.
65. Inkosi okanye isibonda, iyamnyanzela umtu abolekise? Hayi, inkosi nokuba sisibonda, ayinako ukunyanzela umtu ukuba makaboleke omnye umtu

s774

216. entsimini yake, engatandanga ngokwake.

66. Kuyabolekiswa na ngemali, amakuba nengwelo? Ewe.

67. Kuyahlawuliswa nezzizinto? Xa umtu eboleke omnye imali nokuba yinqwelo okanye ikuba, kusekutandeni kwake ukumhlawulisa nokunga mhawulisi ngazo.

Inkonzo.

68. Ibhatala yenkonzo:- Ukuba umnini mali, umnini zinkomo, umnini nqwelo, uyatanda ukungamhawulisi, lowo ube embolekile. Usuke ati makasebenze, nokuba yintonina apa ekaya. Nokuba uyalima, nokuba uyahakula, nokuba ulungisa ubuhlanti, nokuba ulungisa ucingo.

69. Anazaka izindlu? Ewe, ukuba ungumtu ongumaki, angamenza ukuba amakale izindlu.

70. Angalima? Ewe, angamenza amlimele amasimi ake, xa ngaba uyatanda

71. Imisebenzi vendlu:- Unako ukuti makamenzele omnye kulemisebenzi yalapa endlwini, ukupeka, ukuvasa, ukulungisa izindlu njalo.

72. Angazalusa inkomo? Angamenza aluse inkomo zake ukuba uyatanda, ukuba yindoda.

73. Ibhatala yezizinto:- Ekwakeni indlu, uhlawulwa ngemali. Xa ngaba umlimele uhlawulwa ngemali, kungenjalo naye alinyelwe kwangenzonkomo. Ekwaluseni uhlawulwa ngenkomo, okanye ngegusha nokuba yimali

74. Akona smangqina, xa kuyunyelwana? Akubizwa mangqina, kwinto yomtu nomqeshwa amqeshayo. Uziqeshela yedwa.

75. Ixesha lebhatala:- Umtu oyindoda uqashwa ngonyaka, ahlawulwe

217. inkomo enye ngonyaka.

76. Babbatalwa ntoni abatunywa? Abatunywa bona ababhatlwa, basuke bona babulelwokuba kungomlomo, nokuba unikwa imalana nje yecuba.

77. Amaggira:- Amaggira enkosi akabhatlwa nto. Kuqala linikwa iponti nokubazigusha ezimbini zokuvula ingxowa. Kanti ke emva koko akuba epilile umtu kurolwa inkomo izeke emva koko live ligqiza lomzi, elonyanga njalo. Kudala ingxowa yayivulwa ngebokwe ezimbini, okanye ngegusha ezimbini. Ke nqelixesha lesilungu sekuko imali iyavulwa ngeponi, xa umtu etanda.

78. Xa kubetelelwa:- Ekubeteleleni, nasekuluniseni umzi, igqira linikwa inkomo. Ukuvula ingxowa yiponti ebomvu ngckwakudala. Okanye zibokwe ezimbini.

/79. Emfanelo.....

79. Emfanelo ezinziwayo:- Ukuba elogqira lizakwenza izinto, ezinje ngokulungisa umzi, kuqale kuvulwe ingxowa ngebokwe ezimbini, izeke kuhlawulwe ngenkomo, ibe ligqira lomzi ke ngoko. Xa kubetelelwa, kube telelwa ngegusha emnyama, kurolwe inkomo ke emva koba kugqityiwe.

### 23. Inkosi.

#### Bala ngohlanga lako.

1. Igama le Nkosi:- Igama lenkosi yalapa, nguJulius ongunnyana ka-Bushula Makalima,

2. Amadoda ebandla angamapakati:- Ngonyolo Ngambu, Archie George, Faku Mbhuntshu, Sikade Magenu, Dwayi Mlonyeni, Mzwanywa Nomogqwana, Piyose Tyclela, Mlungu Njoza, Levi Mzazi, Xayimpi Sigodi, Ngcana Sigo-di, Mqushekwa no Dinwa bakaMazitshana, uNgxidi Caza, Cekiso Sigodi, Gwadiso Diba, uWillie noTimothy bakwaNenemba, Mbi Nkumanda, Nana Metula, Nozakuzaku Sipala, Elijah Ngcikiza, uMcunukelwa noBonakele baka Mhlambiso, uGeorge no Horace bakaMdikane, uBulawayo no Ngosana no Kametshata bakaMqatu, uMtakati, uNdwanya no Ginyizembe bakaAponi, uDingezweni Ngxokolo, Mkwambi ka Boyi, uMendisi, no Rupu no Macizana, baka Kozelo. uMvaka Pungwayo, uHesi no Mangeli no Paul bakaMatutu. uMxokozeli ka Nzuzo, uBaby, no Walter no Nguza bakaMagwevana, uMncameni ka Sojingose. uDukile ka Xabanisa. uDyantyi no Manxiweni baka Matyoboza, uTshemese no Mtusa baka Mvoweshumi.

#### Induna.

Ngu Futshane Nenemba, Talitenjwa Jongilanga, Lutoli Ngambu, Tukela Makalima, Mpati Makalima, Tsetse Zenzibe, Kamisile Monti.

Izibonda ezincinane:- Ngu Ngxidi Caza, Babana Jongilanga, Zwelifile Ngambu. Amos Bhoxoza, uDyubele Mpapama, uMjongeni Sibuta, Sikebekebana Monti.

3. Abazali babo:- uFutshane uzalwa nguMlinyana ozalwa nguNenemba. uFalitenjwa uzalwa nguJongilanga ozalwa ngu Ndzwuse.

uLutoli uzalwa nguNgonyolo, ozalwa ngu Ngambu.

uTukela uzalwa ngu Tshalisi ozalwa ngu Dirigana.

uMpati uzalwa ngu Nkwerkwe ozalwa ngu Kolisi.

uTsetse uzalwa ngu Zenzile, ozalwa ngu Nyhikitya.

uKamisile uzalwa ngu Dovudovu, ozalwa ngu Siyeleyele.

4. Izinulo zabo:- Bebonke ababantu, abanqli zilo ezinje ngenyoka. Banqula uTixo kupela bona. ~~Xhanka~~ Abananto bazililonipayo nabazinqu-leyo ezilwanyaneni.

/5. Indawo.....

s774

K11/40

5. Indawo abahlala kuzo:- uFutshane Nenemba uliliso le Nkosi use Ndlebendlovu. Upatele iNkosi aze ayivele yonke into ingaba ikona. uFalitenjwa Jongilanga. Yena use Jojweni. uLutoli Ngambu yena uSesi-zindene kwa ndlu Nkulu.

uTukela upete eMdeni uhlala apo.

uMpati Makalima uhlala e Sagingqini ke upete kona.

uKamisile Monti uhlala e Gwali ke upete kona.

uTsetse yena uhlala eFranisi, upete kona.

6. Zipantsi kuka bani? Ezinduna zonke zixeliweyo zipantsi kweNkosi. Izibonda ezincinci (sub-headman) zona zipantsi kwezi nduna sezixeliwe.

7. Indlela eziyifumene ngayo lendawo:- Ukuze ezi nduna zibe zinduna ze nkosi, zonyulwa yi Nkosi e Nkundleni, ukuze lendawo yokuba zinduna ze nkosi zibe ziyidle ilifa kuba noyise babezinduna nezibonda njale-njalo. Abazange bonyulwe ngu Rulumente konke na.

<sup>220</sup>  
221. 8. Zipete pi? Ezinduna zipete kwezindawo sezixeliwe, zihlala kuzo. Zigcine izinto ezonakalayo pakati kwabantu ababapeteyo. Xa kuko ityalila liziswa ngabo komkulu, enkundleni yamatyala, balingenise eNkosini.

9. Bayazalana ne Nkosi?- Abanye kwezibonda bayazalana ne Nkosi, kodwa abona baninzi ngabangazalaniyo ne Nkosi.

10. Ziyazalana zona? Ezinduna nezibonda azinabuhlobo begazi, ziyazalana ngokwendiselana.

#### Chief.

11. Intlonelo eNkosini:- Imbeko ye Nkundla, kutiwe ngu Mbuso. Umtu ukuze abe unentobeko eNkosini, makayihlonele, ayitobele, ayilulamale iNkosi. Enkosini kutiwa, "Mhlekazi," okanye kutiwe, "Tole lesilo", okanye ke kutiwe, "Nkosi Dimalisile". Inkosi ibizwa ngegama lobukosi bayo.

12. Isibuliso sayo:- Xa ibuliswayo le nkosi yetukutiwa, "Ah, Dumalisile".

13. Izicabelo ze Nkosi:- Ngu Nguni, Mpafane, Nontshiza, Sicocombela, ngati kukuza kokwindla, Butelezi nkomo zika ngubinolaka, Mabizela, wena wase Lutukela. Kunzima ukupuma kwelanga nkomo zika Makalima.

14. Igama le nkosi:- Igama lokuzalwa le nkosi liyahlonitswha, liyoyikwa ukubizwa. Umtu oliluzayo angatatwa njengomtu ongenasimilo, oyitukayo inkosi.

15. abantu pambi kwe nkosi:- Xa kubuliswa inkosi, kumiwa ngenyawo,

222/kotulwe.....

s774

K11/40

221

222. kotulwe iminqwazi umtu apakamise isandla sokunene. Abantu xa be komkulu kufuneka bazipate ngembeko, batete ngokucolekileyo, babulise iNkosi yodwa, bakahlele kuyo yodwa. Bona bodwa kufuneka banga wasazeli, bangangxoli, batetele pantsi, bapendulane ngentlonelo.

16. Imiteto yokudla kwe Nkosi:- Ukudla kwe nkosi, kufuneka kungapatawa nangubani na. Kufuneka kupatwe ngumtu omnye, oyinduna epambili enkosini.

17. Umtu olungisa ukudla kwe nkosi:- Umtu olungisa ukudla kwe Nkosi nokupatayo, yinkosi kazi yake, apa ekaya. Kanti paya eBandla (enkundljeni) nakwindawo ahamba kuzo inkosi, ipekelwa yinduna yayo eyitembileyo, esemxelweni we Nkosi. uNkosi uJulius Makalima upekelwa ngu Talitenjwa Jongilanga.

18. Kugale kuviwe? Ewe, ukuba umtu uzakupa iNkosi ukudla, kufuneka induna ike ikuqome ikupe ubuti, pambi koba idle ke inkosi.

19. Idla yodwa? Ewe, inkosi idla yodwa, imane ibasikela abo ibatadayo. Ngelinye ixesha idla nenduna yayo.

20. Xa itata indlela:- Xa inkosi itata indlela, itata nalipina iqegu elitandileyo kubantu bayo. Ungeva kute nxwe, imbongi ikwaza isiti, "Vulani indlela, kuhamba umtwana wenkosi apa." Xa inkosi itabata indlela.

21. Izinto ezisebenzisayo:- Izinto ezisetyenziswa yinkosi, azinamagama ahlukileyo kula siwasebenzisayo sonke imihla, ngemihla.

22. Abantu abayigcinayo:- Inkosi igcinwa zinduna zayo (amapakati) azintloko) abobantu kwakusi tiwa kudala, ngamafa, na nkosi.

222  
223.

### Intsapo yenkosi nezizalwane zayo.

23. Intsapo yenkosi:- Intsapo yenkosi imingolu hlobos:- uJulius uzalwa ngu Bushula, ka Lize, ka Mawosha, uJulius uzeke uGertrude intombi ka Robert Honono. Lomfazi ke uzele uNombulelo, uSilumko (indla-mafa) uNontutuzelo no Nontombizanele kupela.

24. Isinqulo se Nkosi:- Inkosi le, ayizange ibenasi nqulo simbi, ngapandle ko Tixo.

25. Ihlala ndawonye? Ewe, intsapo le ye nkosi, ihlala ndawonye, apa Komkulu. Mtu ohlala e Tyeni ngu Silumko, kuba uyafunda kona, pantsi kwento ka Mzazi, umfo wakwa Gqunu.

26. Elona cala libalulekileyo:- Elona cala libalulekileyo kulendlu ka Makalima, leli lika Bushula, kuba uyinkulu, nenzala yake. Ke

/uBushula.....

uBushula yiyona ndlamafa, kulomzi wakomkulu.

Indlalifa ka Bushula ngu Julius lo uyinkosi kanti ke eka Julius endlalifa ngu Silumko unyana wake, abanye abantu abasondeleyo ngu Futshane Nenemba olilifa kulendlu yakwa Nguni, kuba wayefunyenwe emfa-zweni uko ke uBillius Makalima, ongumninawe wenkosi ote nqo. Kukwako no Brinning ozalwa ngu Teni ongunyana ka Dingana - Makalima.

27. Umsebenzi abawenzayo:- uFutshane Nenemba ubambela inkosi, ungu-mncedisi nesandlase nkosi, kuba ngokwesiko lesi Xosa, inkosi iyabanje-lwa nangumtu ongenagazi ebukosini. uBillius yena usetyenziswa ekubeni sisijoli apa komkulu. uBrinning yena akananto ayenzayo yena komkulu.

223. 224. 28. Indlela abancedisa ngayo ekulawuleni:- Umtu onayo indawo yoku-ncedisa ekupateni ngu Futshane Nenemba. Naye upatela inkosi xa igula, xa ixakekile, naxa ingeko ekaya.

29. Enye into abayenzayo:- Ababantu banje ngo Futshane Nenemba no Billius Makalima, bayatunywa yi Nkosi amatyala, bayimisila yeNkundla.

30. Emzini wenkosi:- Bayabakangela abantu bangabi nakulwa. Xa beyenzile lonto, baqutyelwa enkosini kutetwe ityala.

31. Kuko msebenzi utile wamatyala? Owona msebenzi wake uFutshane, kukubambela inkosi. uBillius Makalima yena ngumtshutshisi ematyaleni enkosi, kuba engumninawe wenkosi, ekwangumtunywa wenkosi.

32. Nje ngamadoda ebandla:- Lamadoda ango Futshane no Billius Makalima, bangabantu abahlonipekileyo ebandleni. Ngamadoda ati xa engeko kubeko izinto ezifinyeleyo enkundleni yamatyala.

33. Isibonda esigcinele inkosi:- uFutshane Nenemba yena uliliso eNdlebendlovu, ugcinele inkosi. uBillius yena akayonduna ipeteyo ndawo.

34. Abenzi bemvula:- Apa komkulu akuko mtu uliqqira lemvula konke.

35. Awona madoda azicakasana enkundleni:- Enkundleni yomteto nama-tyala balibandla, awona madoda azicakasana, awona wona, kuti xa eko kube kulungile.

36. Abantu abalmwula esutwini:- Osasutu bamekwenkwe, neoyise bama-kwenkwe, abena bantu balawulayo esutwini. Bona ababantu bazizihlonitshwa zakomkulu, abananto yokwenza nesutu.

224. 225. 37. Ekulimeni:- Lamadoda akapatanga apa ekulimeni, nasekufuyeni. Apa ekufuyeni akabhekelanga paya. Akangabo balimi nabafuyi babhekele paya.

38. Bangabefundisi bokunqula izinyanya? Hayi, akunjalo.
39. Ban onogada bamangcwaba? Ewe, bangonogada bamangcwaba akomkulu, kanti ke kulonto, bahlangene nebandla ekuyenzeni.
40. Banolawulo kwidini lakomkulu? Lento ilidini yinto yomtu namawabo Ke njengoko uFutshane no Billius besondele kangaka enkosini ngokuza-lana, banemfanelo uba balilawule idini lakomkulu, kunye nenkosi umnini mzi.
41. Ziko Izanuse? Apa komkulu akuko namye osisanuse.
42. Ziko imbongo? Kwaba balapa komkulu, abantu, akuko namye oyibongi yenkosи ngu Ngonyolo Ngambu umfo wase Mamfengwini.
43. Bazizityebi bonke? Hayi bo, ababantu bakomkulu batyebile abanye abanye bayalamba noko kubo, abanye abazozityebi, ngabantu nje banezint nje szincinane, zokubanceda, noku baxasa, imipefumlo.
44. Apo babufumana kona ubutyebi:- Ubutyebi obu, babufumana koyise, ke babudla ilifa kubo. Abanye ke batи bahusebenzele ngokuti babile ngendlela ngendlela.
45. Bayevana ne nkosi? Induna zenkosи ziyevana ne nkosi zonke, kuba iti uba ayivani nenkosи, igxotwe. Lonto ke yokugxotwa iyoyikwa ngabantu. Ziyevana nazodwa, kuba eyoni leyo, iyamangalelwа enkosini.
- 225  
226. 46. Ziyehlulelana? Induna ziyevana, azehlulelananga, zaye zingenanto yakungevisisani nenkosи.
47. Into ebekiswa yinkosi kubaninawe:- Akukonto ngokumayela nokulawula abantu, ibekiswayo yi nkosi kubaninawe, nezihlebo zayo zegazi. Yonke imiteto ipuma enkosini ibhekiswe kwi nduna, ibe zizo eziyifakayo esizweni.
48. Ka bengaxelelwanga nto:- Izizalwane zenkosи zihlala nje, zihlonipekile. Asingobantu bokutunywa yinkosi, kuba balibandla (amapakati axabisekiley) Abakatazeki yilonto, kuba bayayazi indawo yabo.
49. Ibhingga lingalawula? Ngokwesiko, enkosazana ezelwe tanci, inokunedisa ekulawuleni uhlanga lakowayo. Lento ibeko futi - futi, kwin tlanga ezimnyama. uNovili waka wapata, epete aBatembu, kuba uyise, inkosi, yayingenе ndlalifa eyindoda. Nakwa Xosa lento iqelevile, kanti nase Mbo.
50. Zihlala pi xa zendile? Intombi zakomkulu, ziti zakwenda zihlale emizini yazo. Ezinye ziyabuya, ezinye zihlale zonwabe emizini yazo.
51. Zendiselwa kwezinye inkosi? Ewe, intombi zenkosи, zendiselwa /konyana.....

s774

11/40

konyana bezinye inkosi. Pofuke xa umfo esisikulu, engalambi, enezwi enkundleni, okanye engumpakati opambili komkulu, unako ukwendiselwa intombi ye nkosi okanye unyana wake azeke intombi yenkosи.

52. Ziyendiselwa kubantu abamnyama? Abantu abamnyama (commoners) bayanikwa intombi zenkosи, xa etandiwe yi nkosi, njengokuba ke sekutshiwo ngapambili.

Isifazi se nkosi.

226. 227. 53. Inani, namagama abafazi benkosi:- Umfazi wenkosi okoyo nguNoma-ntyi igama lake lomzi. UGertrude, intombi yomtu ongeyiyo nkosi umfo ka Honono kwa Tshutsha.

54. Igama likayise:- Igama lika yise ngu Robert Honono, eBencuti, kwisitili saku Qumbu.

55. Isizalo sake:- Lomfazi wenkosi, ngumzukulwana ka Mpambukeli, ozae uHonono, ozae uRobert uyise walentombi ingumfazi ka Julius Makalima - inkosi.

56. Inani lenkomo zekazi:- Lomfazi walotyolwa nge nkomo ezilishumi linesitandatu, nangehashe elinesali yalo. Elokazi lika Matshutsha, larolwa libandla, (amapakati, nenduna) ✕ zenkosи.

57. Umfazi omkulu:- Lomfazi wenkosi ungu Matshutsha nguye umkulu ikwanguye nomncinci, kuba kaloku ngapambili ndike ndacaza ndisiti ndadizeke uMandlovu intombi ka Petros Poswa. Ke ndayishiya ndaya emfa-zweni ka 1914. Ke ndati ndilapo yamitiswa ngamanye amadoda ✕ ndaza ndayigxota, ndawucita nomtshato. Wayenonyana ogama lingu Mawosha ke naye wabhubha ngo 1932.

58. Uhlobo lwesitembu:- Umfazi wale nkosi mnye ayinasitembu.

59. Apo Bahlala kona:- Umfazi wenkosi mnye, uhlala endlwini yenkosи. Ngokwesiko, inkosi iba nendlu yayo, nomfazi abe neyake. Elowo ke uhlala kweyake, isuke inkosi imana ukuya endlwini yomkayo xa itandayo.

60. Bahlala kwindawo ezahlukileyo? Abafazi benkosi abahlali ndaweni nye. Bahlala kwilali ngelali, elowo akelwe umzi kulolali, inkosi isuke imane ibabalela ke kulomizi yabo.

227. 228. 61. Uhlobo lokwakiwa kwezindlu zabo:- Muks Ukwakiwa kwazo ✕ izindlusi zenkosи ziyadweliswa. Ke inkosikazi engumfazi omkulu eyayo indlu iba yevo kuqala izeke zidweliswe ngohlobo lokuzekwa kwabo.

62. Amalungenlo abafazi benkosi:- Abafazi benkosi bebepatwa ngokwahlukileyo, kwababantu nje. Bebeqeshelwa yindoda yabo, ati lomfazi

/uqeshiweyo.....

uqeshiweyo ahlawulwe ngempahla ehambayo emfutshane. Bebesetyenzelwa abafazi benkosi, ngabafazi benduna zabo, bebusa kungeko nto bazakunkwa yona, ngapandle kwamalungelo okuhlala elalini. Amakosikazi ebesiba nemihlabu emikulu, kuneyabantu nje, kuba hengabafazi bebanini mhlabu. Amakosikazi apatwa kakuhle, abe ngumzekelo elalini ngempato.

Akabetwa konke, kuba inkosi yoyika ukuba umfazi wayo angatelekwa, ize idliwe inkomo. Kudala isinxibo senkosikazi besisahluka kuba amakosikazi ebenxiba izikaka zenyama kazi, ziti ~~ezankomo~~ zilunge kubafazi babantu abamnyama zinxitywe ngemihla emikulu yogayi. Namhlanje, njengoba sekunxitywa impahla yesilungu akuko yantluko kusike abafazi benkosi begqitwe ngababantu abamnyama abasebenza ezindleleni ngesizatu soba onolongo (abembi bendlela) bona bayazi fumana iponti ezintatu ngenyanga kanti inkosi ~~fi~~ ifumana iponti ezintatu nge nyanga ezintatu. Ngelixesha abafazi benkosi bayegqitwa ngabafazi babantu abamnyama ngokunkiba.

<sup>228.</sup> <sup>229.</sup> 63. Amalungelo omfazi omkulu:- Umfazi wendlu enkulu onamalungelo amaninzi, kunabanye abafazi. Uyasetyenzelwa zinduna zake nangababafazi bencinci. Intsimi yake ibankulu kunewabanye bonke. Uzekwa ngenkomo zamapakati, waye ke ezakuzala indlamafa lomfazi. Lomfazi, yiyona nkosikazi yalomzi, nokuba uzbekwe kuqala, pakati okanye kamva xa eze-kwe ngama pakati enkosi. Umfazi omkulu nje, ezizekeleyo inkosi kutiwa, sisosulandaka. Akanalifa, nenzala yake, ngapandle kokupawulelwa yilendlu inkulu. Ezinye izindiu zonke, eyasekunene, neqadi lendlu enkulu nelasekunene, zipantsi kwale nkosikazi inkulu ngokwewonga. Kanti ukunene akudlelani mafarendlu enkulu, ngokwesiko lesi Kosa.

64. Amalungelo abafazi abatandwayo:- Umfazi otandwayo, uye apawulelwe yindoda, okanye ngamanye amakesha, indoda imbele, impawulele ngase se. Indlamafa yendlu enkulu iyabizwa ibeko xa epawulelwayo. Ngeli xesha lase mLungwini, indoda ibangati gwiqi, ibuye selimtelena into, nokuba yilokwe, nokuba ijiqiya nokuba yilema. Indoda ikakulu ihlala kulendlu yake, imbalele intsuku ezininzi kunabanye.

65. Umpekeli wabafazi benkosi:- Abafazi benkosi bayazi pekela, bancediswa zindunakazi zabo nosapo.

66. Abahlakuli benkosikazi:- Emasimini abo, basetyenzelwa zinduna zabo, namapakati ngokubanzi kanti kwanosapo luyasebenze emasimini.

67. Abaki bezindlu:- Ke bona abaki bezindlu kugeshwa lomtu unesandla /sokukwazi.....

sokukwazi ukwaka nokulungisa izindlu, nokubiya umzi umtu ogcina izindlu, zicocekile, yinkosikazi nendunakazi zayo - nabantu abaqeshiweyo nosapo.

229. 68. Mkulu umsebenzi wenkosikazi:- Umsebenzi wenkosikazi, ungapantsi 230. kunowonta njc. Akufuneki inkosikazi isebeenze nzima ihlupeke, kufuneka isetyenzelwe ngabafazi benduna zenkosi le yakwayo.

69. Umtu owongameleyo:- Umtu owongameleyo kwisituba sabafazi nezindlu zabo, nempahla yabo, ngumfazi omkulu. Udade bo nkosi akanagunya lanto kowabo, kuba uyintombi, akanalulawulo kowabo, ngapandle koba naye alawule kowake umzi.

70. Induna ejon-e imisebenzi yakomkulu:- Iko induna eyindoda ejon-e ukuhambiseka kwezinto zakomkulu. Igama lalo nduna ngu Falitenjwa Jongilanga.

71. Usebenza ntoni? uFalitenjwa lo, ulimela inkosi, ngokongamela amapakati, aze nenkabi zokuzakwenzela inkosi ilima, nokuyityalela emasimini, kude kuye ekuhlakuleni nasekuvuneni. Ugcina inkosi xa ihamba, nokuba iya pina. Uyayisengela, ayicandele ayenzele neminye imisebenzana inkosi.

#### Abafazi benkosi:

72. Uhlobo abazekwa nralo:- Owokuqala umfazi owaye ngu Mandlovu wayeko. Inkosi yayizi zekela ngenkomo zayo. Ke kwabako ukungevisi-sane nengxabano pakati kwabo, ngokusuke azuze umtwana ongengo wendoda yake. Waqawulwa ke umtshato, yaza ke inkosi yazel a uMatshutsha, okoyo ke ngoku. uMatsutsha ke yena yinkosikazi ngokwesintu, kuba wazekwa libandla, amapakati enkosi.

230. 73. Ngulowo unemisetbenzi yake? Umfazi wenkosi mnye, inkosi ayinasi-Tembu. Njengokuba ke emnye usebenza yonke imisebenzi yasendlwini, 231. ancediswe zindunakazi zake. Ka inkosi inesitembu, abafazi bahlala basebenze, elowo endlwini yake. Elowo wenza owake umsebenzi, oko kukuti, owendlu yake.

74. Abafazi bapatana njanji? Kwinkosi enesitembu, abafazi bapatana, kakuhle, batete ngemvisiswano, kube ngakumbi kwinkosikazi, umfazi omkulu. Kuba nguyen a uyintloko. Indawo yesibini kufuneka babonise imvisiswano esizweni, babe ngumzekelo omhle, kona ukuze nabantu babone-le empatwano entle. Zibako inteto ezingati kukurwingxilana pakati kwabo, kanti ke bayaqulana nje, abenzi nto yangxabano.

/75. Bahlala.....

s774

K11/40

75. Bahlala kunye? Bayaxabana? Ka umzi uyingqili, abafazi bayatanda ukuya kuhlala kulendlu yenkosikazi, badlele kona, bapekele kona, kuncokolwe. Ingxabano asinto iqelevileyo k pakati kwabo. Buba indoda yabo iyabayala uba babekane, batandane, bahlanelane ingakumbi bamazi omkulu kubo.

76. Abantu abahlala komkulu:- Abona bantu bahlala komkulu, zinduna zenkosí, ezhilalele ukugcina inkosi. Nendunakazi ke ngoku njalo, zihlala kwalapa, zigcine inkosikazi, zenze nemisebenzi etile yalapa. Abantu abalixoba lemfazwe, nabangamahlwempu, abangenandawo yokuhlala, nabacolwayo bengaziwa imvelapi yabo, bagcinwa komkulu. Abantu abangenangqondo, amageza, adla ngokugcinwa komkulu. Abaqeshwa komkulu babako abaqeshwa ngenkomo njalo-njalo. Induna ezi, ngabantu ababuza amatyala, pambi koba aye enkosini.

231.

~~232.~~ 77. Bahlala komkulu futi? Ewe, abantu abagcine inkomkulu ngabantu balapo. Bahlala apo i bade bafe, bazekelwa yinkosi nentsapo yake. Okokukuti, bebonke balilifa lenkosi. Nokuba umtu umkile, ubuyela kwalapa, kulondawo ebekuyo.

78. Abantu bohlanga bayahambela komkulu? Ewe, kuyimfanelo yabo ukuba bamane besiya komkulu ukuya kuvelela inkosi, baqonde nokuba inkosi iyapila, nokuba idla ntonina. Bahlala paya enkundleni bafumane nesixaso, kanti ke ukumka kwelanga, boti bagoduke, Ka befike kukonto efuna ukwenziwa, bayayisebenza ngesimahla.

79. Bake bahlale umzuzwana? Ngamanye amaxesha nokuba umtu yindoda nokuba libhinqa uyaya ahlale intsukwana paya komkulu, abuye agoduke mhla ate wakululeka. Ukuba umtu akayi komkulu, aze ati mhla axakwe yinto aye, inkosi iye iti kuye, "Uvela pina, lento uti wakuxakwa u-qale uti tu, kanti xa wonwabileyo akulazi ikomkulu.

80. Bakona abasebenzi? Ikomkulu, ali pelelwa ngabantu. Omnye uyaya aye kusebenza afumane umbalo, afumane umbona, afumane itakane nenkomo njalo-njalo. Lonto ke ixomekeke ekubuseni kwake, kungengakuba uyahlawulwa. Omnye uti kanti ubusela ukuba efuna ukupiwa inxowa nokuba yintonina ke. Omnye ubusa kuba atanda inkosi yake.

81. Abantu abamnyama bayazitumela intombi zabo? Abantu abamnyama (amapakati) bayazitumela intombi zabo ukuba ziye kwenza imisebenzi komkulu. Imisebenzi enje n okulungisa ~~xt~~ izindlu ukuhlakula, nokuvuma, njalo-njalo.

233/82. Baninzi.....

s774

232. 82. Baninzi na, abantu abapuma kumnombo wenkosi? Abantu abapuma kumnombo wenkosi baninzi kanti, inkosi ibanye ekudalweni nfu Tixo. Banemizi yabo bonke engapandle kwekomkulu.
83. Kukona mzi womtu omnyama okonze kuye? Umtu ongwegazi lenkosi, uhloni pekile esizweni, into mk ke leyo eyenza ukuba abenamzi ukonza kuye, okanye nokuba yimizi emelene naye.
84. Into ekufuneka yenziwe kwinkosana:- Lomtu ke kuyimfanelo ukuba lonkosana (umtu wegazi) makayenzele nayipina into, engumsebenzi, ukuyinceda, uyatunywa nokuba kupina yilo nkosana, enze nezinye izinto zikubusa.
85. Owona msebenzi kanye awenzayo:- Usebenza yonke imisebenzi, amsele ukutya, ampe utywala, kanti ke utywala bona xa umtu azakubenza, ucela enkosini enkulu, le ipeteyo. Uyampa inxaxeba xa exelile igusha nokuba yinkomo.
86. Kufuneka ixelwe yonke into eyehlileyo? Izinto ezenzekayo, ezizixelwa enkosini, zitunyelwa enduneni, ibe yiyo esa 'enkosini paya komkulu. Abantu nje begazi, abaselwa zingxelo, ngababusi babo, ngapandle kweminto ezincinci nje zabo.
87. Abafazi no nyana benkosi bayafahlwa? Abafazi benkosi abafahlwa, bahlala apa komkulu, kwizindlu zabo. Umtu ofahlwayo ngunyana wenkosi oyindlamafa, ayokukulela nokuba kukulonina, nokuba kukwayise kazi okwelinye ilizwe. Lonto yenziwa xa inkosi ibingafumani bentwana, ikatazeka inzala yayo aye kufahlwa ukuba makakulele apo, abuye selemdala lonyana.
- 233 234. 88. Umtwana wenkosi ozakupata:- Umtwana wenkosi uyafahlwa xa ese-lula, abuye xa kufike ituba lokuba apate. Uzinyeliswa ukuba angadi-bani nomoya abangalunganga bahantu abazintshaba zikayise nezake. Naye kufuneka angagelwa sisizwe ukuze oyikwe ahlonelwe.
89. Isizwe siyamazi umfazi oyinkosikazi? Isizwe sonke jikelele, siyamazi umfazi oyinkosikazi (umfazi omkulu) kwaye naxa inkosi ingekoyo lomfazi usala enguyena imicimbi ibekiswa kuye. Nonyana oyindlamafa wenkosi waziwa ngumtu wonke. Akuko ungamaziyo ukuba ngubanina.
- Abantwana benkosi.
90. Bahlala kowabo:- Abantwana benkosi, bakuliswa nfonina, bahlala ezindlwini zonina. Abasekunene bahlala kulondlu yasekunene abandlu enkulu bahlale kuyo njalo-njalo.

91. Bagcinwa ngabantu abatile? Abantu abahleli bebalusile zinduna zenkosi. Induna ezi ke zisebenza ukugcina ikonkulu, nosapo, nempahla yenkosi. Kodwa induna yona ehlala komkulu ibanye kupela.

92. Bayafundiswa umhlawumbi bageqeshwe? Umtwana ofunda lukulu ngulo uyinkosi, noko kwabanye aba, akukonto ingako, ikwangabo abasuke bafunde kwakulo uyinkosi. Lo, uyindlamafa ufundiswa zonke izitete, namsiko, indlela yokuteta nokuzipata kakuhle, ukuze ahlonitshwe luluntu. Nesizukulwana sake uyasifundi sa kakuhle betu. Nenduna zake uysazifundiswa, ukuze akule ebazi ababantu.

234  
235. 93. Bayadibana nabantu abamnyama? Abantwana benkosi, bayadibana bonke ngamaxeha atile bayadibana nabantwana babantu nje, kwa nabantu ngokubonzi.

94. Bapatwa njani abantwana benkosi? Abantwana benkosi basoloko - behlonelwe, ngabantwana babantu nje, bayoyikwa, babekwa ewongeni lokuba kunenziwa nayipina into, xa abantwana benkosi beko.

95. Bateta nabo njani? Xa beteta nabantwana benkosi bateta nabo ngentobeko, kude kuti xa kutetwa nomkulu, ewe kukalwa ngenkosi okanye ukuba yintombi enkulu kutetwe nge nkosazana.

96. Bayabuliswa? (ukukahlelakubo) Ngapandle kokuhlonelwa nje, abantwana benkosi abanazibuliso, ngapandle kokuba bade bafikelele kwituba lobudala. Babuliswa ngesandla njengomtu wonke. Akuko mtwana uke abongwe kuba uzeke engenaziganeko ake wazenza, kuba use ngumtwana. Umtu obongwayo nguyise inkosi.

97. Bageqeshwa njani? Umtwana wenkosi, lo, uyindlamafa, uqeleshwa ukuba akwazi ukupata, ukulawula, nokukwazi ukukokela abantu. Nalo uyinkosazana, uyaqeleshwa kwa ngolohlobo. Baqeleshwa nguyise nonina, kwanenduna ezi zenkosi.

98. Bayaya enkundleni yamatyala? Hayi abayi bona enkundleni, kuba akufuneki bapazamise. Bona baqeleshwa kwalapa endlwini nguyise nonina kwanenduna ezo.

99. Uhlolo abageqeshwa ngalo:- Bayaqeleshwa ngomteto, nangezinye izinto, ezinokuti zibake.

235  
236. 100. Bayalusana inkomo? Ewe, abangamakwenkwe bayalusa, benzene nezinye izinto ezingumsebenzi obafaneleyo. Nabazintombi bayasebenza nonina apa endlwini. Kaloku ezizinto kufuneka bezazile, kona ukuze bakwazi ukufuya nokusebenza imisebenzi yekaya.

s774

K11/ 40

101. Bayabetwa okanye bohlwaywe xa kufenelekile? Yinto enqabe kakulu leyo, yokubetwa komtwana wenkosi ngumtu nje. Nokuba inkomo zenkosi zingene entsimini yendoda, bezaluswe ngumtwana wenkosi, into angayne-nzayo lowo, unentsimi etagi weyo, kukuya kukala kuyise, angamsi sandla ngokwake. Nasekwaluseni paya kwamanye amakwenkwe, umtwana wenkosi akasiso sisulu sokugxizwa, ukutelekiswa nokufumana abetwe nje.

102. Umtu omnyama uyababeta? Umtwana wenkosi akabetwa mpela ngumtu omnyama. Angadliwa yinkosi, xa umtu angasuke ohlwaye umtwana, engakange abekise kuyise. Nguyise omakohlwayo.

#### Inkosi ibuzuza njani ubukosi?

103. Umtu ubayinkosi ngokonyulwa? Nguban? njani? Ngokwesiko lesintu inkosi ayonyulwa, konyulwa unina, onyulwe libandla (amapakati enkosi) Lenkosikazi ke ihleli isaziwa, ukuba umtwana emzeleyo, woba yinkosi. Uyamiselwa ke lomfazi ngetambo lengonyama, ukuba aze azele inkosi.

104. Yonyulwa zizinyanya zabangasekoyo? Inkosi yonyulwa ngoluhlobo seluxeliwe kulombuzo we 103. Zona izinyanya zabangasekoyo, zinqulwa nje, kuba yinto esesikweni, eyinkolelo ukuba nakolomiselo, ukuba izinyanya azivumi, akusayi kulunga nto. Asiziso ezalata inkosi. Zona zizinqulo, amaton o ayo.

105. Inkosi iyonyulwa nendalo? Inye indlela yokonyulwa kwe nkosi, lumiselo, akuko yimbi ikoyo apa kwa ntu. Iggira liyafunwa lokumisela azale inkwenkwe, eyakuba yinkosi. Eliggira sisanuse esi senkosi,  
236  
237. esingummiselo kuzo zonke izinto, ezifuna iyeza komkulu.

106. Wonyulwa nguyise? Umtwana oyinkosi ezalwa nje, selesaziwa. Uti ke akukula asokwe libandla lake, ukupuma kwake umiselwa ngalo mapakat kayise ebukosini, edibene noyise uti ke ngoku atiywe igama lesibuliso owati nokuba akakade apate ncam, abuliswe ngalo ngumtu wonke. Lomsebenzi wokumsoka nalo wokumtiya igama (isibuliso) uwiselwa inkabi yenkommo, idliwe izeke bamkahlele bonke. Lowo ke ungakahleliyo uyadliwa

107. Ibayinkosi xa izelwe ngumfazi otile? Inkosi izalwa ngulomfazi wenkosi, wonyulwe ngamapakati.

108. Inkosi izalwa ngumfazi omkulu? owokugala? okanye owokuggibe:

Umfazi omkulu, okanye owokugala, okanye oyena usemxelweni wenkosi, okanye ozekwe mva, angonyulwa libandla xa kubonakele njalo. Lowo ke uzala inkosi, imiselwe nje ngokuba sesitshilo kulombuzo we 103.

/109. Isizatu.....

s774

109. Isizatu soba enzelwe imbeko:- Into ebangela uba lomfazi abe newonga kwabanye, yile:- ngokwesiko uzekwe libandla.
110. Uhlonelwa kuba engunosalu wenkosi? Umtu oyinkosi nongeyiyonkosi akayi kumzeka umtu ongu mzala wake. Xa sekwenzekile, lomfazi ango nyulwa abe yinkosikazi, xa kubonakele ebandeni. Kodwa ke lonto ayiko sikhensi letu. Umtu oligazi akazekwa ligazi lake mpela.
111. Xa elotyolwe libandla:- Xa ke inkomo zekazi zipume esizweni, nalomfazi eketwe kwasesizweni libandla, lewo ke kusesikweni ukuba abe yinkosikazi, umfazi omkulu ke, oyakuzala inkosi.
- <sup>237</sup>  
112. Uketwa nguyise wenkosi? Okanye amapakati? Uketwa nguyise wenko si kunye namapakati enkosi, azintloko. Induna zenkosi ke. Uketwa ngokuba ezalwa ngabantu abanegama.
113. Konyulwa okudidi olurezulu? Inkosikazi yonyulwa zinduna zenkosi, ingaketi kuba ibindawo nina ngewonga.
114. Uke unyana wenkosi angabiyiyo inkosi? Umtwana ongeyiyo ndlamafe, orgamiselwanga kunina, akanako ukwenziwa inkosi. Kuti ukuze kutatwe umtwana onguwumbi, enziwe inkosi ibe lo uzelwe kuqala ngokumiselwa ufile, kufakwe umninawe wake ke, kulo ndawo.
115. Ikona into eyenza umtu angabiyiyo nkosi? Ziko izinto ezenza ukuba umtu angaze abuti nkwe ubukosi. Intombi nokuba yinkazana, ayipati, ngapandle kokuba akuko mtwana wasebunlanti ukoyo, ukuze ke lo nkazana kukolekileyo kuyo, yenziwe inkosazana, ipate. Lonto yenziwa xa umzi upelileyo, kungeko mtu ungomnye unokupata. Ongapilanga nengqondo uyapatelwa ngomnye. Xa elinxila uyayalwa okanye apatelwe, ade ayeke lentlondi. Xa enesifo sokuwa akapati. Ukuba uyaruqwa, akaboni okanye engalukanga ngokwesiko akanakupata abantu. Akuko sikhensi ukupatwa yinkwenkwe, umtu ongazange ayalwe. Olimele nje, enengqondo, uyapata. Umtwana oyinkosi akafumane abe ligwala, kuba kwamhlawamiselwa, umiselwa ngemiti, aze avele seleyinto imehlo angajikiyo. Utu naxa selezelwe abuye ahlutshezwe, into ke leyo etsho abe sisilo esi ukukalipa. Ukuba ke kwezimute zizonke, apete yena eligwala  
<sup>238</sup>  
116. kodwa ayifuneki mpela inkosi eligwala. Umtu owapule imiteto yobuhlanga, owenze izinto ezilisikizi, nezingenziwayo, uyakutshwa ebukosini, nokuba ubusele eyinkosi. Obulele umtu ake nziwa nto, uyayalwa zinduna zenkosi, kanti ke uba ngaba unento abeyonile lomtu, ayikutshwa ebukosini inkosi. Yanelu nje ukuyalwa zezinye inkosi, kwa nenduna

/zayo.....

zayo. Xa ke inkosi isuke yangenwa bubugebenga, inebala xa ingwinte umtu, yaye ke asenakuba yenkosи. Umtu onamanyala, akanakwenziwa nkosi, kuba kwasesibhalweni umtu olala nomfazi womzalwane wake kwanomfazi kayise akazelwe nto.

116. Inkosi le, yaziwa iseyinkwenkwe? Inkosi yaziwa kwamhla yazalwa, kuba lamhla yamiselwa kwakumiselwa ukuba lomfazi, aze azale inkwenkwe, eyakuba yinkosi.

117. Inkosi le ingapatana engekafi obepete ngapambili? Ukuba uyise utanda ukuba kupate unyana, ngokubona ukuba unyana lowo, seleqonda, okanye naxa yena selalupele, kuvumelekile ukuba umtwana apate, nokuba uyise akakafi.

118. Pantsi kwazipi imeko? Unyana ukuze apate uyise eseko, kuxa uyise etanda, okanye ezibona ukuba mdala, ugugile. Kuti ke xa unyana selemdala ngokwaneleyo, enako ukupata abantu, apate.

119. Umiselwa xesha nini emva kokufa kobepete? Umtu umiselwa ebuskosini emva kokuba uyise efile. Kodwa pambi kokuba amiselwe, kufuneka kuke kudhlile inkonzo yezila, aqale ke afakwe sisizwe sake.

120. Unako ukusibona isidumbu? Inkosi xa ifile iyabonwa ngabantwana, nalo lonke usapo lwayo, pambi koba ifihlwe. Elisiko lenziwa ngumtu wonke, oyinkosi, nongeyiyo, kuba umtu kufuneka ambone umzalwane wake <sup>239</sup>  
~~240.~~ okokugqibela, pambi kokuba angcwatye. Lento ayinamahluko enkosini injalo nakubanina. Inkosana nayo, ayinyanzelwanga siko ukuba mayimbone umtu obeyipatele, akube efile.

121. Wenza into kuso? Akuko nto umtu ayenzayo, xa kufe uyise. Umtwana akampati uyise xa selefite, ngokwesiko. Nokuba ubebanjelwe ngomnye umtu, akuko siko eliti makaye kwenza nto kulo mtu, okanye esidumbini salomtu.

122. Uyanceda ekungcwaben? Umtu obepete, unyana akuko siko limanya-nzeleyo ukuba makambone, ngapandle kokuba ke, xa infuyise kufuneka emkape ngokumxelela. Lonkomo ke ayixelwa lemini yesingcwabo, ixelwa ngemini yezila.

123. Siyatshitywa isidumbu? Akuko siko eliti umtu makatsibe isidumbi somtu abempatele.

124. Kuko nto zitatwayo kuye? Akuko nto zitatyatwayo kumtu ofileyo, kuba izinto zomtu obhubhileyo zifakwa kunye naye, encwabeni lake, kubo kuko inkolelo yokuba umtu uyavuka, ukuze ke afune ukunxiba izi-  
nto abeqele ukuzinxiba xa ebepapila.

/125. Ezizenzo.....

125. Ezizenzo zingamenza abe yinkosi? Ezizenzo zingentla azenziwa mtu, zaye nokuba umtu ube ezenza, ayizo zinto bezingamenza ukuba abe yinkosi. Akuko nto yenziwayo, isenzelwa ukuba umtu abe yinkosi ubukosi umtu ubufumana mhla wazalwa waye umtu akabutengi nganto. Ubu-kosi obu yinto efana nemimiselo ka Tixo, umdali wento zonke. Akuko nanye inkosi enokulanda apo mali be laqala kona ixesha lokungena kobukosi ku Bantu. Zonke inkosi zizizukuiwana zezintlanga zixela nje ukuvela kwazo bantsi kobukosi. nenkosi kodwa ngendlela engenasi-qalo esino kuxela.

240  
241.

126. Ukumiselwa kwe Nkosi:- Xa kuzakumiselwa inkosi kubizwa amapakati, enkundleni. Kutatwa inkabi yenkomu, ixelwe ityiwe ngamadoda. Kuti kuba umfana lo wayesele piwe isibuliso sake, kutiwe ke amadoda makasuke akahlele ngesosibuliso, i.e. ("Ah! Twalikulu") Ukubake omnye kulomadoda, akakahlelanga ngoko, nananina emva koko, uyamangalawa, kutiwe unetyala. Uyise ke lonto yokumtiya isibuliso, uyenzo mhla wapuma esutwani unyana. Uyise, uyazikulula ke ekupateni, anikezele unyana, abe ke namhla unyana lo umiselwe ebukosini.

127. Izinto ezenziwayo, kwakonyulwa:- Xa inkosi le seyi miselwe, ezinto ezenziwayo n okupandle, kukuyalwa zezinye inkosi, namapakati, awona azintlcko. Iqala izekelwe, ukuze ibe nomncedisi wayo xa izakupataabantu. Ukuba kuko imfuneko, kwasenkundleni apo, konyulwa induna zayo, inkosana leyo xa se ipete.

128. Izinto ezitetwayo:- Iyayalwa, ixelwelwe ukuba ize ibapate kakuhle abantu bayo, ibahlonele, tkuze bayihlonele nayo, bayihlcnipe kananjalo. Kutiwe, maze iwupate kakuhle umsebenzi ka Rulumente. Kutiwe, "Uze usipate kakuhle mtana omhle." Udalelwe ukuba usipate, uze usibonelele ke, ugcine nentsapo zetu. Kuyaxelwa kusilwe indywala Kwezimini ke, kusuka uMantyi, ~~w~~ ize kummisela enkundleni, omtwano-mhle, kupinde kuxelwe kusilwe okwesibini, kuba kwakunjalo, namhla umfana wapuma etontweni.

241  
242.

130. Isidlo esenziwayo:- Isidlo sesixeliwe kulombuzo ungentla. Kuya-xelwa inkabi yenkomu idliwe, kusilwe nendywala kuselwe, ibe sisiyunguma somgidi omkulu kunene.

131. Ukuba inkosi isencinci, ibanjelwa ngubani? Xa inkosi isencinci iselula ukuba ingapata, iyabanjelwa ngomnye, uyisekazi nokuba ngunyna na wake.

/132. Ubanjwelwa.....

s774

K11/40

132. Ubanjwelwa yindoda? Ewe, ukuba unyana wenkosi, uselula ubanje-lwa yindoda.
133. Wonyulwa ngubani? Lomtu ubambela inkosi, unyulwa ngamapakati, ukuze asiwe ke emtetweni e Ofisini, aziwo nakan.
134. Impawu zomtu owonyulelwa ukupata:- Kuketwa, umtu otembekileyo, onesimilo esihle. Angonyulwa umtu, nokuba akangomtu wegazi, uyinduna yenkos i nje. Kodwa umtu owonyulwa uba makabambele inkosi, kufune ka, kuqalwe kunkosikazi, xa ngaba yena useko, ibe yiyo eti ndi yakolwa ngubani, angonyulwa, kuba yona izazi ngokupandle intshaba kwanezihlobo zenene ze Nkosi leyo. Ke akufuneki konyulwe utshaba lwenkosi.
135. Umtu ongenakuyibambela inkosi:- Umtu ongenakuyibambela inkosi, ngumtu ozipete kakubi, umtu ongenambeko enkosini, nasenkundleni, ozipete kakubi ngobusela, nobunxila, nobudlwengu lomtu unjalo, aka-nako ukubambela inkosi.
136. Ubanjelwa kude kubenina:- Umtwana lo wenkosi, ubanjelwa ade aluke, uti ke akwaluka azekelwe aze ke ngoku anikezelwe indawo yake..
137. Umbambeli angagxotwa, kufakwe omnye? Ewe, unako ukugxotwa kufakwe omnye, xa engakolisani nonina wenkosi, kwanonyana lowo, ambambelyo, nenduna zenkosi.
138. Uwaxhamla onke amalungelo enkosi? Hayi, bo umbambeli nkosi aka-waxhamli onke amalungelo enkosi. Uhamba esiti xha kwezinye izinto.
- <sup>242</sup>  
139. Uyazenza izinto ebezisenziwa yi Nkosi? Ewe, uyazenza izinto ebezisenziwa yinkosi, naxa engenakude ati gingci kuzo zonke, kakuhle.
140. Unobugqi obufana nobenkosi? Umnye uba nabo xa edaliwe walumka, kanti ke asiyonto iqekekileyo ukuba umtu abe nobugqi, nawandla anga-ngawenkosi.
141. Uyazalana nenkosi? Umtu obambela inkosi ibangu lomtu ukoleki-leyo ku Nkositazi ukuba useko, nasezi nduneni zenkosi. Kuketwa nje umtu ote waqondwa, nokuba akazalani nenkosi.
142. Xa isencindi, ihlala pi inkosana? Umtwana lo wenkosi logama eselula, uhlala kulonina, nasesikolweni ngoku kulemaxesha okanyo lwemfundo.
143. Umtu omfundisayo:- Ngelituba ke umtwana wenkosi abanjelweyo, ebukosini, ufundiswa nguninā amzalayo, kwakunye nenduna, ebezisondele kuyise. Kwezimini zokanyo, zemfundo, utunyelwa esikolweni, asiwe /sisizwe.....

sisizwe sikayise, amadoda abete ezipajini, nasezintlanti, kutunyelwe umtwana wenkosi esikolweni.

144. Uyaligeqeshelwa ixesha elizayo? Njani? Uyaqe qeshwa nguyise, ukulungiselela ukuba maze akwazi ukupata. Ukuba uyise akaseko, ngunina, namapakati amakulu, amqe qeshayo kwizinto zombuso. Umanexele-lwa isiko lokupata, nembeko, ukuba ayicase into engcolileyo, nelinya-la. Lemfundiso, uyizuza ngokuxelelw, ngobahantu baxeliweyo.

145. Uku fa, umhlawumbi ukukutshwa kwenkosi:- Ukugula, oko ukuti, xa inkosi se ingumkuhlane okanye seyifile, lonto ibikelwa sonke isizwe sayo de kuye kuma nakwezinye inkosi. Ayifihlwa indaba yokugula nokufa kwenkosi.

243

~~244.~~ 146. Batini abantu? Kuye kutiwe inkosi itsabile, kuhanjwe kubike-lwa sonke esizwe, nenkosi ezimelene naso isizwe eso nezizalwane.

147. Inacwatya njani inkosi? Naxa kwezimini sekungcwatywa ngokwasem-Lungwini, ngokwesiko lasemzini, kwimini zamandulo zokoko lento ili-dlaka nokungcwaba ibiyinto enesiko layo elite qampu, ukuqalela kwaku bantu nje kude kuye ezinkosini. Bekuti kwakufa inkosi, amapakati ahambé ebika eqalele kinkosi ezingabamelwane, kude kuye kwezite qele-le ngakumbi ezizalanayo nenkosi. Bekuzilwa apa komkulu ngesiko eli-gelekileyo. Ke xa kungcwatywa, ngokwesiko kwa Xosa kuko inkomo zabantu abangabagcini mancwaba enkosi. Abantu ke hangabagcini mancwaba, bebehlala bodwa kwindawo yabo ete geqe emangcwabeni enkosi nentsi po zabo nemfuyo yabo kuba kwa Xosa, indlaka eli, yinto ekutiwa li-shwangusha emakati nomtu onento yokwenza abe likeswa ebantwini njengmtu wonke nonjani, inkosi ibingcwatywa ngengubo yay, nokuba ngeyokulala, kuba zazingeko ibokisi ngalomaxesha. Abantu ke abosa isidumbu esi senkosi paya engcwabeni ngalo mapakati angabagcini mangcwaba, kanti umtu owoyifaka inkosi engcwabeni lipakati elipambili neyonnduna ihlonipeke kakulu enkosini leyo. Yoti ke kwayona lo nduna ifake kwalapo inqawa, amazembe, idosha, nazo zonke izinto abe izise-benzisa inkosi isapila. Ibiyinkolo eyokuba umfi wovuka aze asebenzi se izinto zake ezo zingcwatywe naye. Lo mpakati ke yena ugetshule-lwa inkomo ezitile akelwe indlu kufupi nencwabu lenkosi elo, ahiale apo alilinde. Umninimzi ungcwatywa ecaleni kwexanti lasekunene ebulanti, kanti umtu nje ungcwatywa ati qelele ekaya. Lowamzi ke wom-lindi, okanye abalindi-ncwaba waziwa nje ngenqambi kwakunye /memfuyo.....

244

~~245.~~ 148. Kwakunene ebulanti, kanti umtu nje ungcwatywa ati qelele ekaya. Lowamzi ke wom-lindi, okanye abalindi-ncwaba waziwa nje ngenqambi kwakunye /memfuyo.....

memfuyo yawo. Uti ukuze ubuye ufane neminye imizi uhlanjwe ngokuti kuxhelwe eyona nkomo ingunozala kweza nkomo zake, zibe ke nazo emva koko, zotatwa njengenkomo zomtu wonke.

Ukufihla:- Lento ibiqutywa nqokupandle, ingafihlwa mtwini, emini nokuba kukusasa. Ibe ixome keke ikufeni kwenkosi, nasekufikeni kwabantu, ababiziweyo abamele ukuba ko edlakeni. Xa befiike kade bekungati kungcwyte ukumka kwelanga. Eyona nto ipambili, kufuneka isidumbu singahlali tuba lide kakulu, de sifute sonakale. Wonke umtu uyaya efihlwani. Kudala ke, bekungeko baqubi nkondo, intsha lento yabakokeli base Lizwini. Inkosi, bezisuka nje zinike imiteto emapakatini kwenziwe. Umzi wonke ubujonga nje, kusebenze lomadoda onyulwe yinkosi. Bezibako iziteti eziba namazwi uve kusitiwa, "Hambo kuhle. Uze ube usikomzela pambili apo, siyeza, sizakukulandela, uze usikumbule nalape uya kona". Kuvakale ke nezingqale, nencwina, eziti, "Au, yahamba into ka bani bani," Abafelweyo bezila bacebe intloko ezi, kwakuba kuvelwa. Kuhlanjwa emlanjeni. Kwezi mini kunxitywa isinxibo esininyama, ngoku asemLungwini. Isidumbu besilaliswa, ubuso bujoge ngasekaya ukuze ayibone lula indlela eya kake mhla avukileyo. Le ibiyinkolo yokuba, umnumzana uyavuka azihambe ihambo zake aye emzini wake njengesinyanya, necamagu (umoya olungi-leyo) umngxuma ubusenziwa ube buselera, nesidumbu silungiiselelwelo nto, engekaqawuki umnininiso. Inkomo yokukapa inkosi ibixelelwelo ekaya 245. 246. ngomhla woku kutshwa ehlatini kwalo mzi (ukuzo) Izixobo, imikonto, intsimbi, nezinye izinto zenkosi, bezingcwyta nayo, njengokuba sekuxeliwe. Isizalu salonto sesixeliwe ngasentla. Ibingeyiyo nto ikoyo ukungcwaba abanye abantu kwalapo. Inkosikazi nosapo belungcwatywa kwawawo amangcwaba kufupi nje. Ingcwaba belisikwa ngamatye pezu komhlaba lo ugangatiweyo, beligqunywa ke nangemiti enameva, x enje ngeminga x nemiqaqoba, ukunganda impahla ekulixovuleni. Nokutintela abatakati, ngapandle kokulindwa okwetuba eltile ngcwaba ibingento itandwa kutyelelwelo mtu kuba lisoyikwa luluntu. Elenkosi belinqulwa ngamapakati, akuko siko kwa Xosa lokugcina ndawo yomfi, nokuba litambo landawonina lake. Indawo yokungcwaba inkosi ibisaziwa, ibancizi eyakelwa abalihdi nje ngokuba sekutshiwo ngentla. Indawo enamancwaba, ibiyindawo enesitunzi eside sigqite kwakuhlwa nje ngokuba kunjalo nanamhla.

/Umahluko.....

Umahluko.

Ukungcwatwywa kwenkosi, nabantu nje, abafazi, abantwana, namawele akufani, kuba intlonipo abayinikwayo besapila ide iye kufikelela ekungcwatwyeni kwabo. Amawele wona luhlobo olulodwa apa ebantwini. Kuti kwa ukuzalwa kwavo, kutyalwe imihlontlo emibini apa ekaya kanti kuyinkolo enkulu ukuba xa omnye usoma nelinye iwele loduda (ukufa) Abantu abafele emkosini bebengcwatwywa ngenyameko, ngoku ngakumbi xa ingamagora apambili anje ngo Khwa kuma Gcaleka. Noko ke bekungeko zikumbuzo, nalunonopelo lungako emangcwabeni abantu abanjalo. Xa  
 246. ~~247.~~ umnininimzi angcwatyiweyo ebuhlanti, bekunyuselwa ngasentla, inxowa eli, ukuze nesange lobuhlanti litshintshelwe kwelinye icala, livalwe eliya lidala linengcwaba. Abantu ke abalinda amangcwaba, baziwa njengokuba sekucacisiwe ngentla. Xa kubhubhe inkosi, kuzila usapo, nezizalwane zayo zipela, kanti nesizwe sayo ngokunjalo siyazila. Abafazi bagugula inwele, kuzilwe indywala nezinto zokonwaba, okwetuba elitile. Inzila, malunga nezizalwane, \* seyicaziwe. Kukuzila indywala nendawo ezinendibano ezinkulu, apo kuko izisusa neziyolo, ukungateti gqita xa umtu esembi. Umsebenzi wona awumi ngenxa yoba umtu esenzilene ukuba kuyalinywa, uyalima naye. Ukuzila ke kuxomekeke emtwini, entandweni yake. Kodwa umfazi obujelwe yindoda yake, kufuneka azile unyaka wonke kodwa omnye otandayo, uyediulisa enyakeni. Liti lakupela ixesha lenzila abafelweyo baqale bahambe pakati kwabantu. Bahamba emva kwesikuzo.

148. Inkosi ikutshwa ngazipi izizatu? Kudala inkosi zange yakutshwa nokuba se ibulele umtu, kuba bekuse kutiwe, ibulele inji yayo. Lent yobukosi yindalo ka Tixo njengoba besenditshilo kwimibuzo engapambili. Lisiko lakwamlungu eliliti inkosi mayikutshwe ebukosini bayo. Xa inkosi igula ipambene, iyabanjelwa yinduna ehloni pekileyo ihlale endaweni yenkosи, xa isagula. Xa inkosi inxila ngokungeko sikweni, iyayalwa, ayikutshwa, eze iti uba ayiva, ibizelwe ezinye inkosi ezikwindawo ngendawo. Ngezimini, xa ite inkosi yaginyela abantu imali nempahla, ngoku ngeko sikweni, iyakuthwa ebukosini. Ngokwelixesha  
 247. ~~248.~~ lokanyo iyakutshwa.

Nanku umzekelo wenkosi eyakutshwayo uQunqu, inkosi yase Zingcuk yadla imali yesikolo yaza ke yakutshwa ngesosizatu yakuba igwetyiwe kulonto. Yayiyinkosi yamampondomise leyo. uAlfred Mdzingazwe yena

/wakutshwa..... ..

wakutshwa ngokwenzelwa iyelekenqe yenze yenduna zake ezipambili. Lenduna itenjiweyo, itunywe ngu Nkosi uAlfred endlwini, babehleli ngasebuhlanti. Iyile ke apo endlwini iyokutata umnqwazi wenkosi yake isifa lilanga, yayibona incwadi yerafuka nkosi pezu kwetyesi, yayitata yayifaka epokotini. Xa isekaya induna leyo izame ukushiki-xa igama eli lenkosi, yaza ke yabhala igama layo. Emzuzwini njengoko kupuma ono timba berafisa, babiza nakuye irafu, wati yena warafa. Wayiveza loncwadi. Ke kwafunyanwa igama ilele nduna i number ye receipt yerafu iyeka nkosi uAlfred. Kwabuzwa isizatu, yati ke induna bendinike unkosi imali yam uba ayokundirafela ke wandinikale ncwadi (receipt book) ke mayibe imali yam idliwe nguye. Ngesosizatu wakutshwa uNkosi Alfred wase Mampondweni.

149. Ikutshwa njanzi inkosi? Iyabulawa? Ngokwesiko, enkosi ayicitwa mpela, kuba idalwe ngu Tixo. Ngoku ke iyakutshwa okwexesha. Ayibulawa mpela.

150. Izizatu ezibangela uba ingakutshwa inkosi:- Isizatu sokuqala engenakukutshwa inkosi, sesokuba, inkosi ngumtanjiswa ka Tixo, umtu owonyuliweyo, ongenakufumane akutshwe mtu ngapandle ko Tixo, ngokumtata, ke xa efile. Esesibini isizatu, kuxa ibandla (amapakati) esiti, "Lenkosi, ayikasiruqli nganto, ngoko ke asiboni sizatü soba mayikutshwe ebukosini." Liyayimela ibandla nakubanina, ingakutshwa. Ngala maxesha, kuko ukuyingcatsha inkosi, njengoko sesitshilo kumbuzo we 148 uAlfred owangcatshwa yinduna yake. Abantu belixesha, bahleli besinqwenela esisihlalo senkosi.

248  
249.

151. Inkosi iyabulawa? Inkosi ayibulawa, kuba ihleli ipahlwe zinduna zayo. Kuyoyikeka ukufumane umtu aye kusondela enkosini. Kwane-nkosi ayizibulali, ngapandle koba kufike umhla wayo wokuba ibizwe ngu Tixo, umdali wayo.

152. Inkosi iyaroxa ekupateni? Inkosi iyaroxa ebukosini, xa sukuba itanda ukuyeka ukupata. Ngelixesha lakwa ~~x~~ mlungu, inkosi isuke ibone ukuba lomsebenzi wobukosi, awunantlawulo, kuba inkosi, azinikwanntlawulo yeneleyo. Isuke ke ibone uba mayifune misebenzi yimbi, enentlawulo eyenelisayo ngokomvuzo. Kudala bezisondleka, kuba umhlabu bulilungelo ezinkosini n~~o~~kupeleleyo, zisenza intando yazo ngawo. Xa inkosi yalupeleyo, iye ~~x~~ ishenxele unyana, ngokuqonda ukuti, yona ayisenamitsi, yokuyifinyeza yonke imisebenzi yayo. Endalweni, inkosi

/asinto.....

s774

11/40

asinto ifumane iroxo ekupateni, iroxa kwezimini, ngenxa yempateko embi yabasemagunyeni.

Amalungelo, imali nempahla yenkosí.

153. Izinto ezipiwa inkosi:- Inkosi iyayipiwa nayipina into, asukube lowo nalowo etanda ukuyipa inkosi yake. Inkomo nemali kwezimini iyapiwa inkosi ngamapakati ayo, kwanempahla emfutshane, enje ngegusha nebokwe. Ezizipo, zizipo nje zotando nobubele, azilonyanzelo mtwini. Xa inkosi imtandile umtu, isuke itume induna zayo, ziye kucela inkomo zisuke zize ziyyuba lo nkomo. Into engummiselo kukuti xa umtu

<sup>249</sup>  
~~250.~~ exhelile inkomo, atumele isikhanti komkulu, kuba lonyama ngokwasesikweni isisabelo sakomkulu. Xa esilile umtu kufuneka aye kubeka ilala pambi kwenkosi, ukuze inkosi, iti ukupendula, itumele amapolisa okuya kulinda ukuba kungabiko zipitipiti kobo tywala. Xa indoda ibe iyo-kuse benza emLungwini, mhla yabuya irola uswazi, oluswazi ke luba yimalana engange shumi, ngezi mini, yokubulisa, noko nwabisana nenkosí. Elinye isiko elisigxina nom-miselo, kukuti ukuba inkosi ite yahambela nakuwupina umzi wompakati, kanti kopalala igazi, kudliwe konwatyiswane nenkosí.

154. Upiwa ngabantu bonke? Ngamaxeshha akudala, kwituba amahlati la yayise ngawenkosi, inyamakazi ebulewe engqina ibe isiwa komkulu idliwe kona ngamadoda, kanti isikumba sayo, sakwenza ingubo, nezikaka zamakosikazi nenkosí ngelixesha ke amahlati selengawomlungu, (uRulumente) umtu ozingelayo wenza ityala, ahlalele ukuba adliwe ngalo. Nempahla yendlu, ingcaza nengqayi, ziyyapiwa inkosikazi. Ukudla okunjengombona, namazimba, natywala, ziyyasiwa enkosini. Izixobo, yiyonanto isiwayo komkulu enkosini, nezitya zendlu. Impahla efuyiwéyo ke yona, seyi xeliwe ngasentla.

155. Upiwa kangapi ngenyanga? Izipo, azimiselwanga zinyanga, aku-xomekekanga xesheni, kuse kutandeni komtu, lowo upa inkosi, lonto ayipa yona.

<sup>250</sup>  
~~251.~~ 156. Ngalipi ixesha lonyaka? Xa kuvunwayo inkosi ipiwa amaxawe ezi-swenye zombona, namatanga, iyapiwa inkosikazi xa kuvunwayo.

157. Ubangakanani? Akusikwanga siquma singaka nani, inkosi yotata oko ikupiwayo, ngulowo mpi unesisa, nokuba kungakananina.

158. Benziwa ntoni abangenzi siyo? Abantu abangenzi zipo enkosini, abenziwa nto, bajongwa nje, njenga bantu abaswele imbeko nengqondo

/yokwenza.....

yokwenza, imimiselo, nezipo enkosini.

159. Imali ehlala ihlale ifunyanwe yi Nkosi:- Ukubizwa kwalomali, ihlala ihlale ifunyanwe yinkosi kutiwa yibonasi lomali, ingapandle komvuso lo usisigxina wayo. Lomali ingumbulelo, ngokukwazi ukulawula abantu ezirafini zabo baziqube kakuhle. Lomali ifunyanwa kanye ngo-nyaka ngo March. Ibaziponti ezintandatu nokuba zisibozo. Okanye ngapantsi koko. Ngapaya koko, inkosi iyapiwa igusha nokuba yibokwe ngumtu idle, kuye kutiwe, "Kwita mtanomhle nantso intaka."

160. Izinto ezivela kubatengisi (onovenkile) Xa umrwebi, engene esikweni labantu, wazipata ngokobuntu, uyayenza yonke into eyenziwa ngabantu. Izinto ezinje ngokulobolela inkosi, nabo baposa isandla kulomcimbi. Umlungu ekutiwa ngu Norman, wakupa itokazi elingqukuva-kazi mhla uBushula Makalima wayelobolela unyana wake lo ungu Julius inkosi, kwakuzeckwa lomfazi ungu Nomantyi igama lake lomzi. Isiduka uMatshutsha, uGertrude intombi ka Robert Honono umfo waku Qumbo.

<sup>251</sup>  
252. Abanye baye bati xa inkosi inomsebenzi bagide nabo, ngemigubo, nange-swekile, nangemali.

161. Ulwaluko:- Utywala bokojisa buyatwalwa busiwe enkosini xa anentsuku ezsibozo esetontweni amakwenkwe alukileyo. Akuko nto zizimali zisiwa enkosini kwesisituba.

162. Ifayini zenkundla:- Xa inkosi ikululwe ukugweba amatyala nokube ke itimbe, zima ngoluhlolo. Izinto eziti xa umtu agwetyiweyo adliwe zona, zinkomo, negusha nebokwe. Kuti ngobubanzi betyala umtu adliwe zibe liqela kwezimpahla, nokuba zinkomo ezimbini, nezintatu kwanempha-hla emfutshane njalo-njalo. Xa ete wadelimkundla wati mhlawumbi ebizwa yinkosi ekaya, udliwa igusha ngalamaxesha umtu uyadliwa nemali ingene enkosini.

Xa umfazi emit, lowo ummitisileyo udliwa inkomo ezintlanu, eyesihlanu isale enkundleni. Ukubanjwa komfazi engamitanga zinkomo ezintatu, kusale inkomo enye enkundleni. Ukumita kwentombi, zinkomo ezintlanu, kusale inkomo enye enkundleni. Ukuhewulwa kwentombi, uyi kanye, ugwetywa inkomo ezimbini. Le yesibini isala enkundleni.

Ukungaceli mvume xa uza kusila utywala, inkosi iyakugweba mangalupina uhlobo, kuba utywala bungum-miselo kuyo. Bobo kulawula amabandla ayo.

163. Amabaso avela kubahambi, Namadoda avela emsebenzini:- Xa /beyikumbule.....

s774

K11/40

beyikumbule abahambi, bayayipa inkosile. Umtu usuka nakwelinye ilizwe  
aye kupa inkosi yake kwelinye elikude. Xa indoda ifika ivela emsebe-  
nzini kwelase mLungwini emaGoli nasemaKimbili, iti yakufika inike  
252.  
253. inkosi imali engangeshumi, ekutiwa luswazi.

164. Inikwa malini inkosi? Umtu xa esipa inkosi uyinika lonto atanda  
yona, nokuba yimalana nina atanda yona. Akuko mali ingummiselo xa  
umtu ezibusela enkosini yake.

165. Izinto ekufuneka zenzelwe inkosi xa izifuna:- Iti inkosi xa  
ipelelwé zizinto zokukwela, ibize imali ebantwini, bayitengele ihashe  
lokukwela ngalomali. Kwakona, xa inkosi ifuna unyana wayo asiwe es-  
kolweni ayokufundiswa, iye itsho emapakatini ayo akupe imali etile  
umzi ngamnye, kanti ke ngalomali, kofundiswa umtwana lowo wenkosi.

166. Zibizwa njani? Le irolelwá ukutenga ihashe kutiwa yimali yenyawo  
zenkosi. Le yokufundisa umtwana yona, kutiwa yimali yesiko.

167. Zibatalwa ngumtu wonke? Ezimali, zirolwa ngumtu wonke orafayo,  
nje ngokuba inkosi itshilc.

168. Zirolwa nini? Ezimali zirolwa ngeloxesha inkosi ifuna ngalo,  
ngoku jonge ingxaki zayo ezo.

169. Ibizwa pantsi kwazipi imeko? Lemali ibizwa xa inkosi ixakekile,  
ingenaqinge lokumenza ngoku nokwayo, into, ifune uncedo ke ngoko.

170. Ziba zezenkosi ezimali? Ezimali zinikwa inkosi zibe zezayo ngo-  
kupeleleyo. Inkosi yenze ukujonda kwayo ngazo.

171. Nguwupi umsebenzi owenzelwa inkosi? Lonto umtu ayitunye yinkosi  
nayipina uyayenza engalindele kuhlawulwa. Isizwe sayo inkosi iyasi  
biza, size kuyenzela nayipina into ngekaya, ngapandle kwentlawulo.  
Wonke umsebenzi wakomkulu, ukutalelwé ngabantu ngokubanzi, nabasetyini  
253.  
254. abafazi, bayayenza nayipina into, abayitunye yinkosikazi.

172. Lemisebenzi yeyabantu abatile bodwa? Lemisebenzi yenzelwa inkosi  
ayiketi, yenzelwa isizwe sonke, ayikoti bani. Lisiko ukuba wonke  
ubani ahambé aye kusebenzela inkosi - komkulu.

173. Kusebenza abantu abasendaweni etile? Hayi, bonke abantu abape-  
teyo inkosi kufuneka beyisebenzele inkosi yabo, xa itandile uba benje-  
njalo, akuko zinqila ziketwayo kulonto.

174. Abanye basebenza ngapezulu kwabanye? Wonke umtu usebenza ngoku-  
fanayo apa komkulu, bebonke, bakokelwa zinduna. Umtu onento ayibusayo  
usebenza nokuba zinyanga zimbini, ebusile enkosini.

/175. Kusetyenzwa.....

K11/40

s/74

175. Kusetyenzwa ntoni, kuyakiwa? Umsebenzi wokwaka izindlu zakomkulu wenziwa sisizwe senkosi.

176. Kuyalinywa? Abantu bayayilimela inkosi yabo, ngetuba elifanele-kileyo. Kumiswa usuku, inkosi ibize izipani zize kuyilimela.

177. Bayalusa? Inkosi iba nomalusa wayo, eti ukupela konyaka imnike inkomo.

178. Umsebenzi wesisa enkosini:- Xa inkosi izakusetyenzelwa, kubizwa induna etile, ixelelwe ukuba, "Makupume ibandla layo" Zibizwa nganye izibonda zenkosi, zitunyelwe ukuba mazixelete abantu bazo. Xa abantu bate abeza, kutiwa, badele inkundla badliwe, ke badlelwa ukungayi Tobeli inkosi yabo. Badliwa igusha umtu ngamnye.

179. Bayapiwa ukudla, okanye utywala? Bayapiwa, ukudla notywala, baxelelwe yinkosi.

180. Intengiso:- Ukutengisa akuvalwanga esi Xoseni. Xa inkosi ezi-tulele, hotengisa nje ngokukonda kwabo. Kodwa xa inkosi itefile,

<sup>254</sup>  
255. bote xhwenene beme bonke bangatengisi. Inkosi itengisa ngokwabantu bonke. Ayidleleleli bantu nentengiso yayo.

#### Inkomo zenkosi.

181. Inkosi izifumana pina inkomo? Inkosi, inkomo izifumana ngokuzitenga, ebantwini nasebe Lungwini abatengisayo nfempahla. Maxa wambi iyaya iye kubusa kwenyinkosi nasebantwini, iti, "Ndizokubusa inkomo." iyipiwe ke. Inkomo zoyise wenkosi ziba lilifa layo inkosi akuba efile uyise wayo. Inkomo zekazi lentombi yenkosи nazо zongeza kwakwe-zinkomo zomnumzana.

182. Isipo sabantu bayo:- Kulisko elidala eliqelekileyo, nelidaliwe-yo, ukuba inkosi le ipiwe ngubantu bayo, inkomo xa ibusile, kanti nokuba ayibusanga, umtu otandayo usuke ayinone ngenkomo inkosi yake.

183. Intlawulo:- Inkomo ezidliwa abantu abagwetywe ematyalenzi zingena enkosini. Umtu xa ete watinjwa, inkomo ezo zingena enkosini, iti inkomo yomsilla inikezelwe kulomtu ubetunyiwe, ukuya kutimba.

184. Imali opawa inkosi:- Ezimali zipiwa inkosi, ezinje ngentswazi, nezinye imalana. Inkosi iyakwazi ukutenga imali ngayo.

185. Impahla ehambisileyo:- Impahla eti ingene enkosini, kuxa ate umtu wabambisa ngenkomo enetyala komkulu. Utu ke ayikulule lonkomo, nokuba yintonina abambise nayo mhla eze kubhatala. ~~Wxim~~ Ukuba akanandlela yokuyikulula, iba lilifa lakomkulu itshone.

/186. Zigcinwa.....

186. Zigcinwa pi inkomo zenkosi? Inkomo zenkosi izigcina ebuhlanti apa ekaya. Kungenjalo inxalenye yazo iye igcinwe ematanga, zaluswe apo ngumtu oqeshelwe lomsebenzi, nokuba ke akaqeshwanga njalo.

255

~~256.~~ 187. Kwimizi azalana nayo:- Xa inkosi itanda, iyazi gcina inkomo zayc kwimizi ngemizi ezalana nayo, ziti sa ukuze zande.

188. Ziyaziwa inkomo zenkosi? Inkomo zenkosi ziyaziwa ngamadoda nama-kwenkwe elalini apa. Xa zihlala kwindawo ngendawo. Umtu ozaziyo inani lazo ngumninizo yedwa, kuba nguye omane ejikeleza ezibala.

189. Zidla zodwa? Inkomo zenkosi zidla nezabantu kunye, zidityaniswe, aziketelwa ndawo iyodwa ukuba ziketelwa isikota, zoketelwa kunye neza-bantu bonke.

#### Izitiya (igadi) zenkosi.

190. Zibandawonye okanye ziti sa? Igadi zenkosi, ziti sa, xa inabafazi abaninzi, elowo umfazi ehlala kowake umzi wake, enzelwe igadi yake.

191. Mangapi amasimi ayo? Xa inkosi ikululwe, okokukuti, izipete ngokweziya zakudala inkosi, ibanawo nokuba mabini nokuba matatu amasimi.

192. Makulu kunawabanye? Inkosi ngokwesi Kosa ayitintelwa, ayimelwa ngapambili, kuba umhlabu ngowayo. Ngoko ke awayo amasimi abamakulu kangangoko ifuna. Abangapezulu kude le kwawabantu, njengokuba inkosi ingumgcini wenkedama, nabantu abangenandawo nabahambi. Nazo zonke izibadubadu zabantu abangenandawo zizezakomkulu. Inkosi guyise we-zihlwele (Father of the Multitudes) Ngoko imelwe uba owayo umhlabu ubemkulu. Mhambi utshonelwe lilanga, ungamva ebuza, "Upi umzi wakomkulu" Sidenge sifunyenwe elalini, sisiwa komkulu. Mapolisa ka Rulumente, atya komkulu xa ate apumela ngapandle ezilalini ngokomsebenzi.

256

~~257.~~ 193. Lamasimi ngawenkosi, okanye abafazi? Lamasimi ngawenkosi kunye namakosikazi ayo. Elowo kumakosikazi enkosi unentsimi yake. Le inkulu inkosikazi, ibanawo, ade aye nasesitatwini, kuba kaloku yona, ngeunina wabantu bonke, ugcine lonke usapo lwesizwe. Inkedama zipila kulomasimi ke.

194. Alinywa, áhlakulwe, avunwe ngubani? Lamasimi alinywa zinduna zenkosi. Kwenziwe amalima esizwe sonke. Nasekuhlakuleni, nasekuvune-ni kuhlakulwa, kuvunwe, ngabafazi nentombi, nabafana kwenziwe amalima esizwe sonke. Namadoda amakulu, abafazi abakulu, babako kulomsebenzi Bazunase umsebenzi wakomkulu.

/195. Nouhani...

s774

K11/40

195. Ngubani obajongayo? Induna zenkosi, zitumela indunakazi, abafazi bazo, ukuba balinde amasimi akomkulu, bancedisane nosapo lwenkosi
196. Kulinda inkosi okanye inkosikazi? Inkosi ayizilindeli, njengoba sekuxeliwe ngasentla, iketa indunakazi zayo, ukuba ziyo kulinda, noku-  
ba ngabantu nje abamnyama. Abafazi benkosi bayalinda nabo, naxa pofu  
bona bengatanga ngxishi emsebenzini, njengabantu abakulu.
197. Kulinywa ntoni kwezigadi? Kwenziwani ngesivuno? Kwezigadi kuli-  
nywa imbona, namazimba (amabele ka Bungane) namatapile, nembotye ne-  
ngqolowa otandayo, nerasi, nehabile, namatanga, ne-erityisi, kwane-  
mifuno yasemLungwini. Ziti ezizilimo, zakuba zivutiwe, zivunwe zigci-  
nwe, zidliwe ezityiwayo. Umbona namazimba ufakwa ekoyini. Imbotyi  
zenzelwa isanda entsimini zibhulelwé kona, zitutelwe ke ekaya kovimba.
- <sup>254</sup>  
255. 198. Kuyagcinwa komkulu? Izilimo, ezilinywe egadini zenkosi, ziti  
zakuvunwa, zigcinwe kwakomkulu apo, kovimba benkosi.
199. Kugcinwa nqabantu? Inkosi iyazigcina isivunisayo. Iti ke xa  
ite yabona ukuba ivune kakulu itume omnye wenduna zayo ukuba makayi-  
gcimele esiseleni.
200. Iyakutengisa inkosi? Xa itanda inkosi, isuka izitengisele ukudla  
kwayo, izigcinele imali nendzozo ezenzi leyo nqalontengiso.
201. Kuyagcinela elinye ixesha? Ukudla okuvuni weyo, iyakugcina inko-  
si, ekugcinele ixesha elizayo, xa kulanjwayo, njengomtu wonke. Inko-  
si iyakugcina ukudla, kuba inguyise, nomgini womtu wonke. Ngoko ke,  
wonke ubani olambayo udliiswa yinkosi, nembacu ezifikayo, zizuliswa  
yndlala, zifika zondliwe yinkosi, kuba zifikela komkulu. Nokuba  
zifikele emzini wabantu.nje, ziye zikonjiswe umzi wakomkulu, zigqi-  
tiswa.
202. Zigale zilinywe, zihlakulwe igadi zenkosi? Igadi zenkosi, ziqale  
zilinywe, zihlakulwe kuqala kwezabanye abantu nje. Lonto yenziwa  
ngamalima, kuxhelwe, kusilwe komkulu.
203. Ziyanyangwa na? Ewe, igadi ezi ziyanyangwa, ukusukulwa ke,  
nokuqunyiselwa kwamazimba yinto eyenziwayo kakulu. Pofu lonto ayiketi  
gadi yankosi kupela, yenziwa kuzo zonke ngokufanayo. Ewe, kona uku-  
hlakula ngokucocekileyo kuyenziwa, naxa kuvunwa ibe kwangamalima.
204. Ukudla okugciniweyo kwenziwani? Ukudla okugcinwa kovimba, kuya-  
tengiswa kubantu abafuna ukutenga, okanye kusetyenziswa apa komkulu  
kudliwe lusapo. Kugcinela nabahambi abegqitayi.

259/205. Kuyasilwa.....

s774

K11/ 40

- <sup>258</sup> 205. Kuyasilwa okanye kupekwe? Yiyona nto yenziwayo ukusilwa ketylala komkulu. Kuselwe libandla nabahambi. Futi kuyapekwa kudliwe ngabantu
206. Kugcinelwa ixesha laxa kungabile? Ewe, inkosi iti ngexesha lendlala, imane ibakangeza, abo bantu bazi mbacu, abangenandlela yakuzinceda nqemali, nangempahla. Abanye ke abenandlela bayatengisela bona
207. Banikwa nqesisa? Ewe, kubantu abazintsizana namahlwempu kupiswe fele-fele ngokutya kwakomkulu, akutengiswa kubantu abaswele kangako.
208. Kuyatengiswa? Ewe, kuyatengiswa kubantu abanako ukutenga, abangaxakekanga.
209. Bayatengisela bona ke abantu? Abantu bona ababiziweyo yinkosi abatengisela bayapiwa ukudla badle, kwanabahambi ngokunjalo.
210. Ikona iyantluko pakati kwegadi zenkosi nabafazi bayo? Akuko yantluko pakati kwegadi zenkosi, nezabafazi bayo. Lonto yonke bayilimileyo, bayilime ngemvano.

Incito yenkosi.

211. Busetyenziswa njani, bucitwe njani ubutyebi benkosi? Ubutyebi benkosi, busetyenziswa ngokutanda kwayo. Kuyatengiswa, okanye kupiswe kubantu abalambayo, nqamaxesha endlala, kuyasilwa xa kuko imigidi komkulu, kucitwe ke nangezinye indlela ezite zabonakala zifuneka.
212. Into eyenziwa ngombona, utywala, izikumba njalo-njalo:- Ukudla kona kuyasilwa, kutengiswe, kudliwe. Kondliwe abahambi, namahlwempu, nenkedama utywala bona buselwa ngamadoda ahleli komkulu apa, ekuti naxa kufike umhambi apiwe utywala xa kungekabikonto iyenyi idliwayo.
- <sup>259</sup> 213. Izikumba zona ezenkomo, kwenziwa nqazo izikaka ezegusha, kwenziwa ingubo zamakwenkwe azakwaluka. Kungenjalo ke konke kutengiswa kube Lungu bevenkile, nakubantu abafuna ukuzitenga abamnyama. Intsiba zengqenga zenza intshinga, efakwa apa entloko, kumagora apambili akomkulu. Olo lupawu lokuba indoda ilikalipa lasemfazweni kwa Xosa. Imixaka yona xa yinto enxitywayo yinkosi, kanti ke inkosi xa itanda, yombulela nenduna zayo, ezipakamileyo. Inkomo ezipiweyo yona inkosi iyazifuya kanti, kubantu abazalana nenkosi kwanenduna ezipambili, indoda iyyaynikwa imazi yenkomu, iye kusenga, xa ite yabusa apa komkulu. Kuti ke maxa wambi, kanti lonkomo se iyakupelela kulompakati. Ezinye ke izipo zenkosi zigcinwa, zisetyenziswe yinkosi leyo.
214. Budliwa ngubani, ubutyebi nezinto zenkosi? Ubutyebi, nezinto zenkosi budliwa yintspo yenkosi, ngapandle kwezozinto kupiswe ngazo, okanye ezitengisiweyo.

/214. Abazalwana.....

s774

K11/40

214. Abazalwana nabanye abantu bayapiwa? Izizalwane, nabalandeli benkosi, (amapakati) bayapiwa ukudla yinkosi, xa bate bazibika ngokulamba. Abantu abahlala komkulu bayondliwa apa komkulu, kwanezicaka ngokunjalo. Abatunywa benkosi bayondliwa nje komkulu, njengokubulelwa Abahambi bayondliwa komkulu, xa bafikileyo. Ke bona abantu abasebenzela inkosi - imisebenzi enje ngokwalusa, ukulimela inkosi, ukuyeskela ukuyenzela nayipina into, bayapiwa ukudla komkulu, njengento ababulelwa ngayo okanye abeqeshwe ngayo abanye.

260  
261.

215. Umtu ngamnye ufumana ntoni? Izizalwane zipiwa umbona, akangezwe xa umtu ezekuzibika. Kuko into ekutiwa yinqoma. Inqoma le uti umtu nokuba akanazinto anqonywe nokuba litokazi lehashe nokuba lelegusha okanye elenkomo kude kuye enkukwini. Lenqoma ke iti ke yaluswe ngenyameko ngulo mtu unqongiweyo, kuba usekeleze ukufumana naye kwingala yalo mpahla. Inqoma le, ayiketi mtu uteni, uyanqonywa nokuba akazalani naye umtu, nokuba uyintonina ngokwasembusweni. uBushula wanqoma uManqina ibokwe, waza wati roqo wamana empawulela, zakwanda.

Abahlali baKomkulu bafumana yonke into edliwa komkulu, njengosapo lwenkosi, bayanqonywa nabo yinkosi, balinyelwe amasimi abawapiweyo, okanye abawabolekiweyo yinkosi, balinyelwa kwangenkabi zakomkulu.

Izicaka nazo ziyanqonywa, zihlawulwe ngombona nokuba kungemali nokuba kungenkomo omnye. Ziyanikwa namasimi okulima, kanti ke ngaxesha limbi yoba yintlawulo yake leyo.

Izijoli zipiwa nokuba yintonina, leyo icingiweyo inkosi. Uyapiwa umtu imali, nokuba yibokwe, nokuba yigusha ngokutanda kwenkosi.

Abahambi bona bayagcinwa kakulu ngotywala, amarewu, inyama, neninngusho njalo-njalo. Bondliwa kakuhle ngobubele.

Abalusi, abalimi, nabaki bezindlu zakomkulu. bahlawulwa ngemali, nokuba kungombona, nokuba zinkomo, amasimi okulima njalo.

216. Inkosi nrexesha lendlala iyapisa ngombona wayo? Ewe xa kulanjwayo inkosi inombona iyabapha abantu abangenandlela, bakhangezwe. Pofu bona abo banako ukuwutenga umbona bayawutenga nakubanina.

261  
262. 217. Inkosi iyapisa, ibolekise ngenkomo zayo? Kubani? Xa kuteni?

Inkosi iyampa umtu inkomo nokuba yigusha njalo-njalo, xa ate wayakuyicela (ukubusa) enkosini. Amapakati amakulu nrebona bantu bafumana kakulu, izinto ezinje ngengoma, nembongi yenkosi iyapiwa impahla (inkomo nokuba lihashe) ngokubusa nokubonga kwayo. Inqoma ke yona, asinto iketa mtu xa ate wabusa komkulu.

s774

K11/ 40

218. Kupiwa amadoda amakulu okanye amakalipa? Izihandiba, ziyapiwa inkomo yinkosi, ngokukodwa xa zivisisana nenkosi, zibusa. Ewe, namagora amakulu asemfazweni, ayapiwa, okanye anqonywe yinkosi, ahlonylelwe nakwizinto ezilixoba lemfazwe. Akuko bantu benza imvula apa ema Mfengwini. Abo banezinto ezintle, nezinkulu, abazenzela inkosi, bayabulelwu ngenkomo. Uhlanga olu lwenkosi ludla ngokuti lona, luxhellelwe inkomo yinkosi, apa komkulu, kuzale ke kuzokudliwa luhalanga lupela. Yindlela abapiwa ngayoabantu inkomo yinkosi yabo leyo. Abantu basemzini, abazokubona inkosi, baye bapiwe inkomo yinkosi, indoda ibuyese iquba xa ibiyokubona inkosi. Nezinye inkosi ziyapiwa inkomo yinkosi, xa zivisisana. Yinto elula le, yokupiwa komtu inkomo yinkosi kuba inkosi ezi ngabantu abanemfuyo kakulu, kuba lemilandu, nempahla ezidliwe abantu abanamatyala, zingena ebuhlanti bakomkulu.

262

<sup>263.</sup> 219. Iyalobola na inkosi ngenkomo ezidliwe abantu? Ewe, inkosi iyalobola ngenkomo, ezidliwe abantu abanamatyala. Iyazizekela inkosi, ngezinkomo xa itanda, kuba zizezayo.

220. Ezhlala ndawonye inkomo zenkosi? Inkosi, iyazisasaza inkomo zayo xa itanda, ezinye izibeka kwizizalwane, ezinye, kumapakati, nakubantu abanqonyiweyo nje kodwa. Zinkomo ezo ezhlala kumatanga akomkulu, nenkomo zenqoma kubantu ngabantu. Ka inkosi itanda ukugcinelwa inkomo zayo, izibona ukuba zininzi apa ekaya, iyazisasaza ke kubantu bayo, abatembekileyo.

#### Inkosi njengompati (umlawuli)

221. Amagunya, namalungelo enkosi:- Amalungelo namagunya enkosi, nje ngomlawuli wohlanga kukuba yenzelwe imbeko ngumtu wonke, nakwizinto zonke, kufuneka yohluke inkosi kumapakati ayo. Inkosi ivumelekile ukuba iyenze into ingabungisanga mtu, kanti yoti emveni koko ibazise lonto iyenzileyo. Kodwa eyona nto entle enkosini kukuti ibazise kuqala abantu bayo, yonke into ecinga ukuyenza, nokuba akuko mtu uza-kuyipikisa, kuba ilizwi lenkosi alimelwa ngapambili kakade. Ilizwi lenkosi nokuba alikolisi mtu alipikiswa kodwa nje, inkosi etanda izwi layo yodwa idla ngokungavisansi nebandla layo.

222. Imisebenzi venkosi njengomlawuli:- Kukuteta amatyala amasiko onke nawamafa, onke amatyala nawokulwa pakati kohlanga ngawenkosi. Iti ke iwatete, iwagwebe, imdle lowo imdlayo njalo. Kukugcina ubuse-la, ubugebenga, nobulayita eluhlangeni.

264/223. Kufuneka.....

s774

263. 223. Kufuneka ihleli izilungiselele ngento eyenzekileyo? Ewe, inkosi kufuneka isoloko iyazi into eyenzekileyo, yonke.
224. Kufuneka ipambili ezintweni zonke? Ewe, kufuneka isoloko ipambili ~~ankosi~~, kwizinto ezipalelele kubantu bonke.
225. Kufuneka ijonje ingapulwa imiteto? Ewe, kufuneka, kwaye kunyanzelekile, futi ingumsebenzi wenkosi ukuba ijonje ukuba imiteto aypulwa, ibe neliso elibukali.

Inkosi njengomgwebi.

226. Yenzani inkosi ngamatyala? Inkosi, umsebenzi wayo kukugweba amatyala, abetetwa enkundleni ngokwesiko lesintu.
227. Kufuneka kuko bantu batile lokumamela ityala? Inkosi yonyula izibonda zayo, eziti zipatele yona kwingila ngenqila zalomhlaba ~~na~~ wenkosi. Ezizibonda ke, ziliqumru laxa kutetwa amatyala apa enkundleni, eziti ke amatyala ziwavavanye kwazona, engekaye komkulu enkosini.
228. Kufuneka inkosi igcinile ukuba imiteto iyaqutywa? Ewe, inkosi ngumsebenzi wayo, ukugcina ukuba imiteto yequmru iyaqutywa ngohlobo lwayo.
229. Kufuneka inkosi ~~na~~ iqondile uba amatyala aviwe kakuhle? Ngumsebenzi wenkosi ukuti lakube ityala lite lavavanywa sisibonda sayo, ilittete, iligwebé enkundleni yayo, iqonde nokuba ke litetwe kakuhle, sisibonda eso kanjalo.
230. Kufuneka inkosi iqonde izinto ezingalunganga? Ewe, inkosi ~~ngu-~~ nogada wokungcola elalini apa.
231. Kufuneka iyivile inqubo yesibonda? Ewe, inkosi kufuneka iyive yonke inqubo yesibonda, xa besivavanya ityala.
264. 232. Inako ukuti ityala maliviwe kwakona? Ityala, ligwetywa yinkosi ngoko ke, yiyo ekufuneka nanjanina ipinde, ilittete, iliqale ekuqaleni, lakube lizisiwe komkulu sisibonda. Nanku umzekelo wetyala lonyana owayefakwe kwenye indlu, kuzindlu zikayise, kwaza ke kweyakwa Manzolo akwabi ko nyana. Kulondlu ke yakwa Manzolo kwafakwa uliraji owayengunyana ka lutshiti. Ke kwabako ukungevisisani apa ku Mraji nonina omncinci uManzolo. Ke elityala lavavanywa ngu Dyubele Mpapama osisibonda senkosi uJulius Makalima ngokubambela uMpati Makalima apa eSidwadweni. uDyubele, elityala walivavanyela ku Cingco (inqila asibondi kuyo) Walizisa ke enkundleni, latetwa yinkosi. Yaliqalela ekuqaleni. Ke, kwagwetyelwa uMraji oyindla lifa yalondlu, yayingenanyana. Wati

/ke uManzolo.....

ke uManzolo wabhenela kwabamhlope, kodwa nalapo, wagwetywa ngesasi-gwebo wayegwetywe ngaso enkundleni.

233. Kufuneka ite abatakati mababulawe? Ewe, kudala abatakati bebebulawa, ngokuxhonywa, ngokuntywilisela esizibeni, babotshelwelwe elitye entanyeni abanye babazelwe izinti bangcutwe. Kungoku ke, ekuti xa kumangalelwene ngobuggwira, eictyala liye ezimantyini, litetwe zizo zide ziligwebe.

234. Kufuneka inkosi eko kwenkundla epezulu yamatyala? Inkosi kufuneka iko, okanye yongamele, kwinkundla epezulu yamatyala.

235. Siveggitwa isigwebo senkosi? Nakanye, isigwebo senkosi asiggitwa bani.

236. Ingasamkela esinye isigwebo samalungu equmru? Ewe, inkosi iyasa-  
265  
266. mkela isigwebo samanye amalungu equmru, xa ingamalungu agweba ngoko-mteto, napantsi kwenkosi.

237. Inkosi iyayitata imali, nentlawulo yamatyala? Ewe, ngokupele-levo, imali, nentlawulo zamatyala zazilunge enkosini. Ibiyyiona nto izondla ngayo leyo inkosi, kodwa ngeloxesha akusenjalo kuba kaloku akuseko matyala enkosi, atatwa onke ngabe Lungu. Ke ngoko intlawulo zisezimantyini.

238. Inkosi nendlela zokulwa:- Inkosi, yiyo eti xakubonakele uba makuyiwe emfazweni, okanye makuhlaselwe isizwe esitile. Kulento ke inkosi igqiba nequmru, namapakati ayo. Imisa abantu bokupata imikosi ke.

239. Iyazonyula injengele? Injengele, nabapati mikosi bonyulwa yinkosi.

240. Umkosi wamakalipa uyaketwa? Ewe, umkosi opambili wamakalipa, namafanankosi, uyaketwa. Bati nabapati bawo babe ngamagora akwakalipileyo.

241. Ayageqeshwa? Amakalipa kufuneka agcine inkosi, ukuba makaqe-qeshwe ukuze achane ngomkonto, abete into ewayo. Umfo ka Kiva wakwa Gcalska, wayeyincani yakwa Gcaleka ko Rili. Kuba Mbo apa kuti, inté ka Kome uSipala ube chana ngomkonto, ubebeta into eya pantsi.

242. Bakona abantu abasebenza ukugeqesha umkosi? Bakona abapati abasebenza ukugeqesha umkosi wemfazwe.

243. Inkosi iyapuma nomkosi? Hayi, bo, inkosi ayiyi konke emfazweni, iyahlala apa eBotwe yoluswe, igcinwe ngamapakati ayo, ati akubona uba

/emfazwe.....

5774

K11 / 40

emfazwe iyasondela, ayibalekise inkosi.

244. Iyakokela ukuya emkosini? Hayi, inkosi ayihambi yona ukuya emkosini. Isoloko igciniwe, ilondoloziwe apa ekaya.

245. Ihlala ekaya? Ewe, inkosi ihlala ekaya, ingayi emfazweni, kuti ke xa kubonakala ukuba utshaba luyasondela, ibalekiswe ibhekiswe kude le.

246. Ivayinika imiyalelo, nendlela yokuhlasela? Inkosi, imana izakuxelelwa indaba zintlola, ibe yona lonke ixesha inika imiyalelo yezinto emaserenziwe, nendlela yokuhlasela, kwanendlela emabazikusele ngayo.

247. Ivazinika iziggibo zoba makuliwe, okanye kuxolwe? Yinkosi enika iziggibo zokuba makuliwe, kunge njalo makuxolelwane, lixole.

248. Kuko zinto kufuneka zilungiswena ukuze basinde? Inkosi, ewe, kufuneka iwafunele itola, amadoda omkosi. Itola eloke linyanga izixobo zamadoda omkosi, kwanamadoda lawo omkosi ngokwawo, ukuwakusela xa esilwa.

Inkosi niengombingeleli neringanisa.

249. Inkosi ingayenza imvula okanye iyitandazele? Inkosi ayinamandla okwenza imvula. Into eyenzayo kukuyitandazela imvula.

250. Inako ukuba qinisekisa ngesivuno esihle? Inkosi, iyakwazi uku-baqinisekisa abantu ngesivuno esihle esizayo. Pofu lento ayiketi nkosi zodwa.

251. Kufuneka ibanike umbona osukulweyo? Inkosi, ngabantu ~~abebeketa~~ imbewu elungileyo, esukulweyo, lembewu ke, ibinqwenelwa ngabantu bayitenge apa enkosini.

252. Inkosi iyazitandazela na izinto ezitile? Ifi inkosi xa kuko imbalela, indlala nokuba sisifo nezinye izinto ezikwanjalo, itandaze kungenjalo kumenye we isizwe, kwensiwe amadini okanye kwensiwe imitando zo yalonto ngabantu bonke. Kaloku, inkosi ngumtu otenjiweyo luluntu lupela.

253. Amayeza enkosi:- Inkosi inalo ikubalo, elikhala emqaleni, inawo namayeza anje ngobulawu nentelezi.

254. Ezizinto zililifa? Ewe, ezozinto zililifa lokoko bokoko. ~~Ewe, inkosi inabo ubugqi, obungekoyo ebantwini?~~

255. Inkosi inawo amandla obugqi, obungekoyo ebantwini? Ewe, inkosi inabo ubugqi, abangenabo abantu nje.

256. Izigonya ngantoni ukuzisindisa kwimimoya embi? Ukuze inkosi

s774

K11/40

yomelele, iyazigonya, kumaxwele ayo, ukuze yomelele, ingafane ingenwe yimimoya engcolileyo.

24. Ukulawula, Iqumru, Izibonda.

1. Inako inkosi ukunika imiyalelo engangcinelani nesiko? Ayinako inkosi ukuyenza lonto.
2. Inkosi ingayinika imiteto, enfabekisanga mtwini? Inkosi inako ukunika imiteto, nokuba ayiqala nga ibhungise zizalwane, nezibonda, namapakati, kwanomzi ngokubanzi, kuba kaloko, inguyise wabo bonke abantu.
3. Ingawisa umtoto ingabhungisananga namtu? Hayi, xa inkosi, iwise umteto ingabhungisananga namtu, kufuneka ibaxelete emva koko ukuze bevane nayo.
4. Intlawulo yokungatobel iimiteto yenkosii:- Intlawulo ati umtu ongevayo, ongawutobeliyo umteto wenkosi yake adliwa yona, yinkemo okanye igusha nebokwe, ngokuma kwetyala, nenqubo yalo. Kulemihla, sekungenelele nentlawulo yemali, ekuti ke inkomo itatwe ngomlinganiseloi weponti ezintlanu, kude kube ngapezulu.
5. Ekulawuleni kwayo inkosi, incedwa ngubani? Inkosi incedwa zinduna nezibonda, kwanamapakati apambili ekulawuleni, nezizalwane zinoncedo xa zibekiwe, zidla ngokuteta indawo yobutshotshisi (ukutshutshisa amatyala).

Izizalwane zenkosii:- Futshane nenemba, Brinning Makalima, Charles, Billius no Mpati bobatatu baka Makalima.

Amapakati:- Ngonyolo Ngambu, Archie Joji, Bulawayo, Sikade, Mncameni, Ngqosana izinto zika Magenu zone. Xametshata Mqatu, Mvoweshumi Jack, Gavin Dinga, Robert Yaso, Piyose Tyelela, Elijah Ngcikiza, Xayimpi, Nkongolwana no Cekiso baka Sigodi, Falitenjwa Nzause, Walter Magwevana Dyantyi Matyoboza, nabanye.

Izibonda:- Futshane Nenemba, Lutoli Ngambu, Falitenjwa Jongilang Dyubele Mpapama obambele uMpati Makalima, Amos Boxoza obambele uTukela Makalima, Kamisile Monti, Tsetse Zenzile.

6. Iqumru likona? Ewe, likona iqumru lamadoda.

7. Amagama amadoda equmru:- Archie Joji, Ngonyolo Ngambu, Robert Yaso, Xayimpi no Cekiso baka Sigodi, Futshane Nenemba no Falitenjwa Jongilanga.

8. Ezizatu zoba babengamalungu-equmru:- Bonyulwa ngokuba omnye /nomnye.....

s774

K11/40

nomnye, ingamadoda anengqondo epangaleleyo, anobuciko, nawaziyo amasiko esixosa, nabeyaziyo emvelapi yesizwe esi sabo, abanolwazi ngezi gwebo zamzuzu. Ubulungu bequmru, babufumana ngokonyulwa libandla (inkundla).

9. Bayazalana ababantu? Amalungu eliqumru, bangabantu nje, boluhlanga lamafengu. Abazalani bonke, ngapandle kwababini kubo, abazalanya.

269

10. Ayakutshwa lamalungu equmru? Umtu olilungu lequmru unokukutshwa xa engapilanga, kufakwe omnye endaweni yake.

11. Umtu uketwa ngoba esityebi? Umtu ulandelwa ngokuvakala kwenteto le yake, abenobuciko abenengqondo. Ubutyebi bona abusebenzi nto kulongangato. Kwanoba selebuswa ~~■~~ zizihlwele lonto ayisizi luto.

12. Sadibana bcdwa entlanganisweni yabo? Amalungu equmru ahlangana odwa, kodwa ngamanye amaxesha babako abantu abangabamameli nje popu bengenazwi bona equmrwini.

13. Ibizwa ngubani intlanganiso yequmru? Lentlanganiso yequmru, imenywa yinkosi.

14. Aziswa njani amalungu? Xa kumenya intlanganiso, kupuma isitunya komkulu, sijikeleze, sihambe sixela ukuba yintlanganiso ngosuku olutile.

15. Kufuneka baxeletwe bonke? Ewe, kunyanzelekile ukuba baxeletwe bonke.

16. Kufuneka bekona bonke? Kuyafuneka beko bonke, kanti ote ~~■■■~~ aka-

biko, kufuneka asixele isizatu esibangele uba angabiko entlanganisweri

17. Xa umtu engeko entlanganisweni? Xa umtu ubengeko, waza wazixel-wabeka isizatu se mpilo mbi njalo-njalo, akenziwa nto. Xa esuke akabiko ngapandle kwesizatu, uyadliwa igusha nokuba yibokwe.

18. Ingako intlanganiso ngapandle kwenkosi? Intlanganiso inako ukudibana nokuba inkosi ayiko, xa amapakati egunyaziwe yinkosi lide libeko elisesihlalweni, elosuka xa kuko inkosi. Ngelinye ixesha inko si ihlala bucala nokuba kusendlwini kuxoxwa nje, ize ipime ngexesha

270

19. Kuxoxwa ntoni kvezintlanganiso? Izinto ezixoxwayo kvezintlanganiso zebandla, ngamatyla nezinto zelizwe, imicimbi nemiteto emitsha evela enkosini. Izinto ezichasiweyo yinkosi (intlondi nobugebenga) iziteta apo kvezontlanganiso.

/20. Inako.....

s774

K11/40

20. Inako inkosi ukulawula ngapandle kwe qumru? Inkosi inako ukulawula nokuba ayinalo eliqumru lamapakati. Ngokwesi~~Kosa~~ kudala amadeda amakulu (inkonde) ebenceda ukucombulula, xa kubanjwene, okanye ityala lisisintsompoti esinzima.
21. Ihlangana pi intlanganiso? Iyafihlwa? Intlanganiso le yequmru, ihlanganelu komkulu yinto epandie, ayifihlwa.
22. Kuteta wupi kuqala? Omdala okanye omncinci? Oteta kuqala equmrweni, ~~ikhanganaixku~~ ngulowo uziva enokuqala nokuba ngongskananina kweloqumru ngobuntanga.
23. Xa kurikisana inkosi necumru, kupeta ngabani? Ukuba inkosi iypikisana nequmru lamadoda, izwi ekupeta kuhanjwe ngalo lelenkosi, umtu oyinkunzi.
24. Aukona omnye wabo ongabiza intlanganiso? Akuko namnye umtu onegunya lokubiza intlanganiso yebandla, ngapandle kwenkosi. Nokuba kutenina ilizwi lenkosi liyomelela kupele kulo. Akuko nto yenziwayo ke nokuba iqumru alisatandi.
25. Iqumru liyawalinga amatyala? Iqumru eli liyawalinga amatyala, pambi kwenkosi likolisa ukuhlangana ~~u~~ lona xa kuza kubekwa isigwebo ematyaleni, ize ke inkosi iwise esosigwebo sifikelelw apo.
26. Iqumru eli liyabhalwa ngezizinto? Iqumru eli alibhatalwa ngalomsebenzi, ngapandle kokufumana nje, amalungelo afunyanwa ngamapakati apambili apaya komkulu.
27. Ingeniso efunyanwa liqumru:- Ingeniselo yomtu olipakati, okanye ilungu lequmru, kukubusa enkosini ati ke ukuba ubusela inkomo, ayinikwe yinkosi yake.
28. Iquaru eli ngowupi omnye umsebenzi eliwenzayo? Umsebenzi omnye awenzayo amalungu equmru kukusa izinto ezizingxaki paya komkulu, nokuya kuxela izinto ezonakeleyo apa elalini.
29. abantu abahambisa imiteto yenkulda:- Imiteto evela enkundleni yamatyala, abantu abayihambisayo, zizibonda (induna) zenkosi.
30. Amalungu equmru ayabesa abafiki komkulu? Hayi, abanako ukusa bafiki komkulu. Ngumsebenzi wesibonda zenkosi lowo.
31. Bayawucanda umhlaba? Amalungu equmru, akacandeli bantu mhlaba.  
Izibonda.
32. Nrobani izibonda? Izibonda zenkosi n̄gu Futshane Nenemba opete eNdlebendlovu kwaye uhlala kwalapo. Esesibini n̄gu Falitenjwa Jongi-langa.....

langa, opete eJojweni uhlala kwalapo. Esesitatu ngu Lutoli Ngambu opete isizinde uhlala e Tshisane. Esesine ngu Amos Bhoxoza emdeni, opatele uTukela uhlala apo e Mdeni. Esesihlanu ngu Dyubele Nyangiwe obambele uMpati ka Makalima e Sightingini uhlala ku Cingco. Esesitandu ngu Fiyekile Majongile Gwali, uhlala apo. Esesixenxe ngu Tsetse

272

273. ka Zenzile obambele uZwelinzima Sibuta e Franisi uhlala kwakona.

33. Batini ze bo bezibonda? Ububonda babo babufumana ngokonyulwa yinkosi ngokudibene yo nebandla. Imihlabu abati bonyulwa ngayo ebu-bondeni, kungenxa yokukwazi ukugcina umyalelo wenkosi, nokunyamekela inkundla, imiteto yayu, nekomkulu, ukubusa enkosini, nengqondo eti bayibonakalalise xa kuxoxwa imicimbi, namatyala komkulu enkundleni. Indlela abamiselwa ngayo, kubizwa imbizo yohlanga lonke, ize inkosi ibanyule, ibemisele kwezo zipaluka baza kupata kuzo.

34. Zivalingana zonke? Izibonda ezi azilingani ngento yonke, ukulela engqondweni, ebutyebini bempahla, kanti oligazi lenkosi uxabisekile kunabo bonke abangeilo igazi lenkosi.

35. Ukuxabiseka, nomahluko:- Ukuxabiseka nomahluko, abahluke ngawo omnye komnye, yingqondo epangaleleyo, nenobulumko nobuciko. Ewe, nobudala esikoseni yinto kuba indoda eseyindala iba namava kakulu, izinto ezininzi ezixakileyo, ibe nokuzi kulula enkundleni, nasematyaleni njalo.

36. Xintoni umsebenzi yezibonda! Imisebenzi yesibonda kukugcina ukuba kungopulwa miteto kulo lali, okanye lonqila sipete kuso. Kukuti abanetyala zibase komkulu, kutetwe ityala, ukutunywa yinkosi e ofisini nakwezinye inkosi, Amatyala ziyawavavanya, pambi kokuba asiwe enkosini, kanti nasenkundleni zizo ezomana zimjikajika, ukumngcombola uNdimangele. Zikwa ngabatshutshisi enkundleni kwabo banetyala. Xa zigunyaziwe yinkosi izibonda ziawacanda amanxowa namasimi.

273

274.

37. Zinto zini ekufuneka ezanzile ngokwane? Into eyeyake kukusa amatyala enkundleni, upantsi kwenkosi: ukuba ubone ubani esopula umteto. Yindawo yake ukumsa enkundleni aye kum-mangalela kuyo, njen geliso layo. Isibonda sinamakwexxajjikkha atile, kuba umtu ute wasila engacelanga mvume yokwenza oko enkosini, siso esiti simse enkosini apo.

38. Kufuneka sizqitisele ntoni enkosini? Izinto isibonda ekufuneka sizqitisele enkosini, ngamatyala onke amasiko, izimangalo, nokulwa

/kwabantu.....

s774

kwabantu, namatyala ebesike sawavavanya. Abantu abacela umhlaba, baya kuso, size ke sona sibase eNkosini apo ke balungiselelwa kona, yinkosi Abantu abapelelwe yimizi, abazinkedama basiwa komkulu zizibonda, kulo lonke ituba ekungekaveli zizalwane zabo.

39. Kufuneka zitumele zinto okanye siye ngokwaso? Isibonda, xa sixela into enkosini, kufuneka, siye ngokwaso, sime pambi kwenkosi, singatumeli. Kukancinci uba situmele umtu opantsi kwaso, okanye ke, singayibhala incwadi siyitumele ngomtu, xa sixakekile okanye sigula.

40. Siyakutshwa isibonda? Ewe, siyakutshwa.

41. Sikutshwa xa siteni? Isibonda singakutshwa etubondeni, xa site sadela imiyalelo yenkosi, senza intando yaso, satya amalungelo enkosi, naxa singezi sakubizwa yinkosi ngapandle kwesizatu, naxa sinikise ngomhlaba wenkosi ngasese, ngokufuna inzozo ngawo, naxa sifake umoya ombi eluhlangeni naxa sikweletela inkosi.

42. Zikona ezinto ezifunyanwa sisibonda ebantwini? Isibonda akuko zinto zininzi sizinikwayo ngabantu, ngapandle kokuguqa enkosini, ke sipiwe yinkosi, kwezozinto zezizi. Into elilungelo kuso butywala (ibhekile, okanye ingqayi) xa sikutshwe yinkosi, ukuba sibe ngumgcini wengxabano etywaleni, oko kukuti sgcine imbeko nje ngomlomo neliso lenkosi.

43. Sifumana inyama? umbona? utywala? imali? Into efunyanwa sisibonda yileyo seyixeliwe, kulombuzo ungentla. Akuko zinto zingu m-miselo kubantu, emabazinike isibonda. Yinkosi yodwa epiwayo ezinto ngabantu bayo.

44. Kuko nto siyisayo enkosini? Ukuba isibonda sipiwe into nje, kodwa ngumtu obusayo, nofuna ukutetelelwa enkosini asisi nto enkosini, siyazityela. Ezipiwa inkosi izinto ziyangqo komkulu, ati ukuba yinkomo, umfo ati tu eyiquba nje ukuya komkulu. Ewe, usihonda naye njengomtu oli pakati lenkosi, uyasetyenzelwa ngabantu bengaqeshiwe, bebusa, kuba lomtu ukwamkulu naye apa esizweni, njengomtu wakomkulu.

#### Ubuzalwane nezinye intlanga.

45. Iyenziwa imvume yokurweba nezinye intlanga? Ewe, intlanga ezingabamelwane, ziyavumelana ukuba kurwetywe, abanye, nabanye, kungeko mbambano yanto. Nendawo yokupata kakubi abahambi iyacweywa zinkosi ezimeleneyo, yoluswe ingabiko, ngokunjalo ke, nokusetyenzwa kwamanzi emilanjeni, nokudliwa impahla, kuyavisi swana ngayo.

/46. Isizwe.....

s774

K11/40

46. Isizwe esingapantsi kwesinye senzani? Isizwe esingapantsi kwe-sinye, sinenfanelo ekufuneka siyenzile kweso singentla kwaso. Kuyimfanelo ukuba sibuse ngenkomo, nentombi, kubezizipo, zisiwe kulankosi inkulu, kanti koti kwensiwe namalima, okokukuti, imisebenzi yokunceda la nkosi kude kupatelele ekukupaniabantu bokuya kuncedisa paya kulo nkosi, xa, kuko imfazwe, edaleke pakati kwalankosi inkulu, nesinye isizwe esisesinye.

Ubumi.

47. Umhambi ancapatwa nje ngom-mi? Ewe, umfiki ote wafika esizweni senkosi uyamkelwa, apatwe nje ngomtu welali.

48. Wenza nto zini lomhambi? Indoda xa ifikayo, isuka iye esibondeni icele ukungena elalini. Ke sona isibonda siyayitata siye nayo enkosi-ni, iti ukuba inkosi iyatanda imamkele, ukuba ayifuni ingamakeli. Kwelinye ixesha indoda ike ibuse apa komkulu, ilime, isenge, kanti yode ilungiselelwwe yinkosi eyayo indawo elinxowa layo. Nasemfazini ofuna umhlaba uquba kwa ngolohlobo ekuti ke naye abe yinto ewa ivuka, isebeanza apa komkulu. Inkosi yobiza amapakati ayo, ixoxe ngaye ukuba angamkelwa na apa elalini nokuba akangemkelwa.

276  
277.

49. Ka iyindoda nentsapo yayo:- Indoda xa ifika nomkayo, nosapo, nayo, inako ukuba n. um-mi opeleleyo apa elalini. Nayo iqala izise esibondeni, esiti ke sona siyise komkulu. Yoti ke xa inkosi isacingayo isebeenze ihleli apo komkulu ibusa kwa nosapo olo lwayo.

50. Iqela lonke labafiki? Abantu abafikayo bephalele kwelinye ilizwe mhlawumbi, bayamkelwa bade babe ngabemi xa bekolekile kwesosizwe senkosi yaso, bangena esibondeni nabo, sibaqubele komkulu, boti ke ukuba bayamkelwa, babizelwe imbizo, bayalwe ngamapakati. Logama ke bengekabi nako ukwaka, bahlala komkulu, bayabusa ngazo zonke indlela abati ke lomini, bade balungiswa, banikwe amanxiwa.

51. Bapatwa nje ngesizwe? Ewe, bapatwa ngokufanayo nesizwe sonke, kwendiselwane nabo.

52. Amalungelo abantu abangabemi:- Izinto ezingamalungelo kubantu abangabemi belizwe. Indoda inegunya lokuma itete enkundleni yembizo naxa kutetwa ityala, ibe nombuzo kundimangele, okanye abanetyala.

277  
278.

Inelungelo lokuba nentsimi iyilime, iyivune, yondleke yiyo. Inelungelo lokufuya impahla ezinkomo njalo-njalo zokuyondla, \* izirafele e Ofisini isiqu sayo kwanalo mpahla nentsimi yayo. Kufuneka iyigcine

/imiyalelo.....

s774

imiyalelo yenkosi. Kula maxesha, kufuneka ibafundise abantwana bayo, ukuze bondleke ngokwaseburulumenteni, kumaxesha azayo. Kufuneka ibuse enkosini, kona ukuze ibenako ukufumana inkomo enkosini, namanye amalungelo angamanye.

53. Lamalungelo angahlutwa? Amalungelo ake umtu akanako ukuba angahlutwa & ngapandle komtu ote wanukwa, okanye wati qho weba izinto zabanye abantu, okanye wenza intlondi enje ngokugebenga abanye abantu njalo.

54. Amalungelo ahlutwa ngazipi izizatu? Izizatu anokuba ahlutwe amalungelo ake m umtu, zezi zingentla, ukuba, ubugqwira, nobugebenga.

55. Benzwani abantu abalo lohlobo? bayabulawa? gxotux? Umtu onjalo uyagxotwa elalini, okanye abulawe. uBokleni inkosi yamampondo ibiskubeyelisela eliweni bonke abantu abatakatayo - iliwa ekutiwa liliwa, lamaggwira. Abayekwa elalini nangalemihla yokanyo, bayabanjwa basiwe amatyaleni bagwetywe, bagwetyelwe ukubulawa netolongo, naxa sebesinda abantu abangcolileyo kwamlungu ngenxa yamaggweta akoyo kulemihla.

278  
279.

### 25. Inkundla zamatyala.

#### Unkundla.

1. Inkundla yamatyala:- Inkundla yamatyala, yinkundla yenkosi, neyenkosи enkulu, okuti xa onetyala ebena, abenele kuyo. Iko eyezibonda, iziduna, neyezibonda ezincinci, ibekoke naleyo yamatile, apo kutetwa kona amatyala, nendaba zomzi, oko kukuti imicimbi yalomzi.

2. Amagama ezibonda ezinenkundla:- Izibonda ezinenkundla zamatyala nazi:- Futshane Nenemba, Falitenjwa Jongilanga, Lutoli Ngambu, Dyubele Mpapama obambele uMpati Makalima, Amos Bhoxoza, obambele uTukela Makalima, Tiyeckile Majongile no Tsetse Zenzile. Kwezonkundla ayavanya nje amatyala, aze agqitiselwe enkosini.

3. Amagama amapakati kwezonkundla:- Endlebe Ndlovu, apo kupete uFutshane Nenemba amadoda enkundla ngamapakati nje. Amagama alomapakati ngo:- Fountain Mcetywa, Sigcawu no Willie baka Nenemba, Gwadiso Finini, Ciki Kuku, Philip Mahamba no Koto Sibuta.

Ku Falitenjwa Jongilanga:- Laliso Didi, Hlungulwana Shinta, Nozakuzaku Sipala, Gutse no Mjokani baka Xabadiya, Keke Adonisi no Babana Jongilanga.

Ku Lutoli Ngambu, ibandla lenkundla yake ngu Archie George, Ngonyolo Ngambu, Bulawayo, SiRade, Kametshata no Macameni abafu baka

/Magenu.....

s7/4

Magenu, Faku Mbhuntshu no Nontswabu Yolwa.

279  
280.

Ku Dyubele Mpapama:- Ngu Gavin Dinga, Mkwambi Boyi, Makwenkwe Mqatane, Dingezweni Ngxokolo, Robert Yaso, Ginyisembe Aponi, Ngalipi Breakfast, Somawala Mzantsi, Tomi no Nozalintlakantlaka abafu baka Jonas.

Ku Amos Bhoxoza:- Ngu Mxokozeli Nzuzo, Hesi Matutu, Kayimpi, Ngcana, Nkongolwana Cekiso abafu baka Sigodi, Mtshazi Bexoza, Futyana no Private abafu baka Qweleka.

Ku Tiye kile Majongile:- Ngu Foyi Makalima, Ruphu Mendisi kwa no Macizana Mendisi, Mpayipeli Sikutete, Mshiywa Siyeleyele kwano Gwadise no Matole abafu baka Menze.

Tsetse Zenzile:- Ngu Vububi no Nkwekwezi abafu baka Mlonyeni, uWalter noNguza abafu baka Magwevana, uRichard no Alex no Situmzi abafu baka Mdoda, no Tukutezi Yolwa, no Horace Mdikane.

4. Bayintoni? Ababantu baziziduna zenkosu oko kukuti, ngamapakati amakulu akomkulu.

5. Batini zebabe ngamalungu enkundla? Ubulungu benkundla babuzuza ngokonyulwa yinkosi, namadoda enkundla, ancedisana nayo.

6. Kufuneko beko maxa onke enkundleni? Kungum-miselo ukuba babeko qho enkundleni apa.

7. Kufuneka bexelwelwe xa izakubako? Kufuneka bexelwelwe yinkosi, xa izakuhlangana inkundla.

8. Baxelwelwa njani? Ukuxelwa kwentlanga niso yenkundla, kukutshwa umtunywa komkulu ahambe ezibondenzi zibe zizo ezixelela abantu intlaniso leyo, nexesha eyodibana ngalo. Seso isibonda sixelela esaso esipaluka.

9. Into abayenzayo, xa bengapumeleli:- Ukuba abapumeleli, batibakupe abameli, abaza kuya kubamela enkosini, njengokuba bangazuku bako bona iziqu, kodwa baxele izizatu ezibalulekileyo, nezifaneleki-leyo.

10. Bangakutshwa? Ewe, banako ukukutshwa kwelowonga.

11. Ngaziphi izizatu? Izizatu abangakutshwa ngazo ebulungwini benkundla, kuxa bezipete kakubi, bengenayo intlonipo enkosini, naxa bengawukatalele umteto wenkundla.

12. Umtu owengamela inkundla:- Umtu ongumhlali ngapambili wenkundla yamatyalala yinkosi enkulu.

/13. Uhlobo.....

s774

13. Uhlobo lokuqutywa kwamatyala:- Amatyala aqala kwizibonda, eziti ke zona ziwavawanye tanci. Ke lomatyala asiwa zizibonda enkosini atetwe kona. Yoti ke mva inkosi, ikupe isigwebo sayo esingatintelwa bani Isigwebo eso yebifikelele kuso ngokudlanindlebe nequmru layo. Utu ke ogwetyiweyo ukuba akeneli abenele kwinkundla epezulu, epantsi kwenkosi enkulu yohlanga - umtu oyongameleyo.

Umteto nokulawulwa kwenkundla zamatyala:-

14. Ngawapi amatyala atetwa yinkundla yenkosi? Amatyala ekufuneka atetwe kwinkundla yenkosi ngawokubulalana, awoqawulo mitshato, nawobugwinta, nawobudlwengu, nawamafa, nokudelinkosi.

15. Isibonda sinako ukuteta ityala labantu bendawo ezahlukaneyo?

281 Isibonda sinako ngokomteto ukuba silitete ityala, ngapandle kokuba  
282. abantu abo banetyala bangabenqila esipete kuyo.

16. Isibonda singalivavanya ityala elilunge kwesinye isibonda? Hayibo, isibonda asinamvume yokuba sivavanye ityala elilunge kwesinye isibonda. Lonto ingalityala enkosini, sidliwe nje ngompambanisi.

17. Isibonda kufuneka siwavile onke amatyala? Isibonda sinemvume nemfanelo ukuba siwavavanye onke amatyala, sitshutshise, pambi kokuba lomatyala agqitiselwe kwinkundla yakomkulu.

18. Kufuneka sihambe nabo! Umteto utsho kanye ukuba isibonda esi, siye nabo abantu abanetyala siye nabo komkulu - singabaqubi nje singay: nabo.

19. Izohlwayo nezinto ezingavumele kanga ukugwetywa zona sisibonda sodwa:- Ukudla inkomo umtu, isigwebo sokula, nokubetwa aziko mandleni esibonda.

20. Bakona abantu abangeko pantsi kolawulo lezibonda? Bako abantu abangapandle kolawulo lwezibonda ngokwasematyale - abantu bakomkulu, usapo lwenkosi, nabantu abahlonirekileyo - izihandiba zelizwe.

Into eyenziwayo xa kuhanjiswa umteto wenkundla.

21. Ngabapi abantu abamangalayo komkulu? Abantu abamangalayo komkulu ngabantu abadala basebuhlanti, amabhingga akamangeli wona, amangalelwa ngoyise. Kwangokunjalo abantwana abanakumangala.

22. Indlela yokumangala:- Umtu omangalayo, usuka aye komkulu enkundleni, akwaze elapo ati, "Ndimangele," Kopuma omnye wenduna ezihlala komkulu, nokuba yiyipina indoda ekoyo komkulu apo. Woti ke lowo abuze ati, "Umangalele bani?" Ahambise ke axele, abuzwi iutsusa, acaze /konke.....

282  
283

konke. Wohambisa, ahambise ke aye kuti tyebomjikajika ke ukumbuza oku abantu abakomkulu abangamadoda - nabafikayo baphindelele ukumbuza. Um-mangali ke woti akuba ede wavakala kuxelelwwe inkosi eyoti ke yona ikuphe umsila wokuya kubiza ummangalelwwe, namangqina axelewwe nomhla wetyala.

23. Ummangali lo, ugale amazise um-mangalelwwe? Um-mangali, pambi koba aye kumangala enkosini, ugale amazise um-mangalelwwe ukuba uya kum-mangalela ngoku.
24. Ugale aye esibondeni umtu xa amangalayo? Ewe, umtu xa amangalayo ugale aye esibondeni ibe siso esiti ityala malitetwe.
25. Ngubani umtu omisa umhla wokulivavanya? Umtu omisa umhla wokulivavanya ityala sisibonda.
26. Kumiswa ituba elingakanani? Pambi kokuba ityala litetwe, limiswa intsku ezintatu ukwenzela ukuba, abo banetyala, baqokelele amangqina abo.
27. Likona ixesha ekungamangalwa ngalo! Akuko xesha linjani ematyaleni, izibonda ziawavavanya nokuba kuxesha linina lonyaka.
28. Kumangalwa xesha nini? Amatyala amangalwa kusasa, ukufudumala kwelanga xa sekuvukiwe komkulu.
29. Xa liziswe kade, alimanyelwa? Lingeviwa ityala, nokuba lifikiswe emveni kwelotuba. Into engayifuniyo inkosi kukuziswa kwamatyala isalele, okanye ebusuku, ivuswe ilele.
30. Um-mangalelwwe uyaxelewwe umhla wetyala? Um-mangalelwwe kufuneka exelelwwe ukuba umangalelwwe ngokwenza oku lo kuya axelewwe ke nomhla amakabeko ngawo etyaleni.
31. Ngubani oxelela um-mangalelwwe? Umtu wokuya kuxelela elacala limangalelweyo, ngumsila - umtu okutshwa yinkosi ukuya kuxela umhla wetyala njalo - njalo.
32. Uyaxelewwe ngamalungiselelo? Ewe, um-mangalelwwe uyaxelewwe ngezinto ekubanjenwe ngazo.
33. Angacasa xa usuku letyala lengenakumlungela? Um-mangalelwwe, akanagunya lokulucasa usuku letyala elimisiweyo. Umele ukwenza njengoko kutetiwe ngolo lusuku lumisiweyo.
34. Linokujikwa usuku? Ngubani? Usuku letyala alunakujikelwa olunye usuku, ngenxa yom-mangalelwwe konke. Umtu onokulimela olunye usuku yinkosi, ngenxa yemeko ezitile.

/35. Ngubani.....

s774

K11/40

35. Nqutani omele kukuza namangqina? Umtu, omele kukuza namangqina, ngum-mangali, nom-mangalelw. Ngalowo uzizela nawake amangqina.

36. Kwenzekani xa amangqina esala ukungqina? Ukuba amangqina ayala ukuza, lowo ungenamangqina uyakulahlwa enkundleni, nokuba uteta inyaniso, xa engena mangqina.

37. Umtu angabacela abantu bokumnceda etyaleni? Kuvumelekile ukuba umtu onetyala acele amangqina okumncedisa etyaleni lake Kodwa ke, akuvumelekanga ukuba atate nabani, obengoko xa bekusenzeka elotyala.

284  
285.

Kufuneka umtu obeko, onobungqina obuyinyaniso belotyala.

38. Angqina kuba efuna ukubhatalwa? Umtu amangqina ake akanabhatali ngokwesi Kosa. Amngqinela ngotando, nokufuna ukumela, nokufela inyaniso ayaziyc ngokusemhlotsheni.

39. Kuvumelekile ukuba isibonda sitengwe ngezinto? Hayi, ayivumelekanga konke into yokuba isibonda sitengwe ngezinto. Lonto ingacacisa ukuba esosibonda siyatengwa ukuba singayiteti inyaniso. Ke ngoko asongevani nenkosi yaso.

40. Ikangeleka kakubi lonto? Ngokuqinisekileyo lonto ayilunganga. Kuba kukusitenga isibonda ukuba masitetelcle ubuxoki.

41. Inosohlwayo lonto? Ewe, inkosi ingamohlwaya kakulu umtu osisibonda oyenzileyo lonto ide ingqumbo yayo ipatelele nakulomtu uyenzi-leyo lonto. Xa nje kunokufumaneka ukuba isibonda sitengiwa ngezinto.

42. Nomnikwa unetyala? Liko kulowo usisibonda kanye, xa ete wafunyanwa esamkela izinto zokumtenga, ezivela konetyala.

43. Umtu onetyala uyateta namangqina ake lingekatetwa ityala? Ewe, umtu onetyala uyateta namangqina ake, ngoku ityala lingekatetwa. Kuti ke xa sekula pa enkundleni, lizakuqalwa ityala, abizwe ngamagama amangqina, aketwe, agxotwe, logama kutetwa nonetyala.

285  
286.

44. Kutiwan ixa engeko um-mangali? Ukuba um-mangali akeko namangqina ake ngomhla wetyala, ityala elo liyacitwa. Ukuba um-mangalelw nama-nqina ake abako, bogwetywa kugwetyelwe lowo ukoyo um-mangali, aze agwetywe ngokudela inkundla.

45. Uyalahlekwa lityala lake? Ewe, ongekoyo ngomhla ivetyala, uyalilahla ityala lake.

Inqubo enkundleni.

46. Iba pi inkundla yamatyala? Inkundla yamatyala iba komkulu, pambi kobuhlanti.

/47. Kuhlaliwapi.....

s774

K11 /40

47. Kuhlaliwapi? Kuhlawe njani? Inkosi yona ihlala ngasexhantini kasebuhlanti, ixhakwe zinduna zayo. Amapakati wona aka isangqa enkundleni apa, a jone ebuhlanti paya enkosini. Um-mangalelwa, nom-mangali bahlaliswa pambi kwenkosi, pambi kwesangqa samapakati. Amangqina wona ahlaliswa kude, agcinwe, angasondeli apa enkundleni, amamele. Wona amana ebizwa ngamanye, xa azakunika ubungqina bawo. Abafazi abatandileyo ukubako, bahlala bucala, bangadibani namadoda.
48. Njobani ekufuneka beko ematyalen! Ematyalen abantu abanemvume yokubako, ngamadoda onke angubamameli, kwanabafazi babako ukuza kuva isigwebo, nenqubo yetyala, ke bona bahlale bucala. Into engafunekiyo mpela enkundleni ngabantwana.
49. Bake bashenxiswe abamameli? Abantu abashenxi bona enkundleni. Abantu abashenxiswayo, xa kufunekile, ikwa ngaba bamangaleleneyo, xa kuza kuhlelwa ityala.
50. Amangqina agcinwa kude? Ewe, amangqina akasondeli apa enkundleni ahlala qelete paya, amane ebizwa ngamanye, xa ≠ afunekayo.
51. Yiyipi imiteto yasenkundleni yokuzipata? Imiteto emisiweyo  
286  
287. enkundleni yimbeko, nenzolo kwaye zilunyanzelo, akuvumelekile ukuhleka kakulu, nokudanduluka, nokutshaya, nokubazamisa nangayipina indlela Umtu owenze oko uyadliwa yinkosi nangayipina indlela.
52. Livulwa njani x ityala? Ukuvulwa kwetyala, kubizwa um-mangali, emva kokuba inkosi ite yavakalisa ukuba ubani umangalelw ngubani, ngetyala oluloluhlobo lutile, njalo-njalo.
53. Ngubani ocaza isimangalo kugala? Emveni kwionteto yenkosi iku-mbuza ongapambili, um-mangali nguye owolulayo, acaze isimangalo sake, nomtu am-mangaleleyo.
54. Isimangalo siyashungushungulwa? okanye solulwe? Um-mangali lo, uyavunyelwa olule, acacise isimangalo sake, nemihlaba yake yokuziccia ukungabinatyala.
55. Um-mangali uyabuzwa? Akufuneki ukuba um-mangali apazanyiswe esateta, uti akugqiba abuzwe ke ngu lowo nalowo utandayo, emadodeni ngokubanzi. Um-mangalelwa naye uyanikwa ituba lokuzibuzela, inkundla imamele apa kum-mangile.
56. Amangqina abizwa xesha? Ewe, amangqina abizwa kwesisituba wona.
57. Kugala kubizwe elinye icala linike incaza? Njengoko sekucaziwe kulombuzo we 47 ulmangali no M-mangalelwa bahlaliswa pambi kwenkosi,

/pambi.....

s774

pambi kwesangqa samapakati. Uyabizwa uM-mangali, abizwe no-m-mangale-lwa. U-m-mangali, umangala esiva um-mangalelwa ize anikwe ituba loba apikise inteto yom-mangali.

<sup>287</sup>  
288. 58. Abamangali, bavumelekile uba batete ukutanda? Abantu abamangale-leneyo abavumelekile ukuba mabatukane, okanye batyolane, okanye batyole abanye abantu.

59. Abizwa njani amangqina? Amangqina ukubizwa kwawo, abizwa ngamanye.

60. Ake ale amangqina ukunika ubunggina? Akona amangqina ake ale ukungqina, umfazi angatandi ukutshonisa indoda yake, umtana angatandi ukutshonisa uyise, okanye ati umtu ngoko kungeko kuzalana kwabo bantu baxabeneyo, ale ukungqina ngenxa yokuswela inyaniso, nokukolisa um-mangali okanye um-mangalelwa.

61. Anganyanzelwa? Akuko lunyanzelo ebungqineni, into efunekayo kukuba ubungqina mabube yinyaniso. Ukuba ke umtu akanyanisi ebungqineni bake, uguqulwa ngemibuzo ukuziswa enyanisweni.

62. Buvumelekile ubunggina bomtu engangqineli indoda yake? Xa umtu ebona ukuba unokungqinela icala elingelilo lomyeni wake, uvumelekile uba enjenjalo, ngakumbi xa eza kungqina inyaniso.

63. Kuko bunggina bungavumelekanga? Abuko ubunggina obungavumelekanga, ngapandle kobungqina bobuxoki.

64. Buyahluka ubunggina bomtu oyivileyo into nobomtu oyibonileyo?

Into yokungqina into umtu angayibonanga iyavakala, kwaye iyohlu-ka kubangqina bento ayibonileyo umtu.

<sup>288</sup>  
289. 65. Ubunggina bokuzitshutshiso bubona buginileyo? Ubunggina bokuzi-gweba, buyinyaniso, bubona buqinileyo, kungafuneki namangqina kulontc obubungqina, bubungqina obuteta ukuti umtu uyalivuma ityala lake.

66. Amangqina la ayakokelwa ebungqineni? Ingqina libuzwa into ibenye, kutiwe ~~um~~ malixele into eliyeboni leyo, ngemini etile. Aliko-kelwa ngambuzo.

67. Iyabuzwa imibuzo emangqineni? Amangqina ayabuzwa imibuzo nangu-bani na apa kula madoda alibandla.

68. Kufuneka betete inyaniso? Pambi kokuba umtu wasematyaleni atete enkundleni, uya yalwa ukuba atete inyaniso angateti into engeyonyani-so.

69. Bayafungiswa? Sipi isifungo? Ewe, bayafunga, isifungo siti,

/"Ndiyafunga.....

"Ndiyafunga, ukuba ndizakuteta inyaniso ka Tixo kupela,"

70. Benza ntoni enye, ukubonakalisa ✕ ubabazakuteta inyaniso? Enye into eyenziwayo, kukumisa isibozo seminwe, umtu afunge epakamise isandla sasekunene, emise isibozo, ati, "Ndiyafunga ndizakuteta inyaniso."

71. Wohlwaywa njani umtu otete ubuxoki enkundleni? Esikoseni, umtu otete ubuxoki uyadliwa, atinjwe.

72. Ityala liviwa nremini enye? Ityala eli, liviwa ngomhla omnye. Liti ukuze libe liyemiswa kube kuko ubungqina obusafunekayo obunye, ngokuba mhlawumbi kubeko umtu ongekoyo olingqina, elifuneka ngamandla Asinto ifumane itetwe izinqam ityala, ngapandle koko.

73. Liyemiswa ityala xa amacala evumelana? Xa amacala evumelana ngenteto, into eyenziwayo kukuba um-mangali agwetyelwe, ityala alimi-selwa lonto.

74. Bayabhatala ke? Ewe, kungum-miselo kona ukuhlawula lowo une-  
289 290. tyala ugwetyiweyo. Lonto iyenzeka nokuba ugwetye njani na.

75. Uba ubingqina bunikiwe, liyagwetywa ityala:- Ukuba ubungqina bucacile, yaze yonke imeko yayeyokuba ityala lingagwetywa, ligwetywa ngoko, alimi nakancinci ekugwetyweni.

76. Inkundla iyalihlela ityala? Amadoda la angabateteleli benkundla abashenxi enkundleni, basuke baxoxe ukuhlela ityala kwalapa pambi kwabantu bonke, abati ke bona bamamele betule.

77. Abahleli betyala, bateta beko abamameli? Ewe, abahleli betyala aba, baxoxa beko abantu ✕ aba bangabamameli (amapakati).

78. Amalungu enkundla bayasixela isigwebo? Abahleli betyala abaxeli sigwebo, into abayenzayo kukuxoxa nje, inkosi itule, imamele, elowo nalowo uxela olwake uluwo, mayela naba ninityala bebonke.

79. Kugweba inkosi? Mhlawumbi isibonda? Umtu owisa isigwebo yinkosi ngokwayo.

80. Inkosi igweba n̄ esigwebo ebesonulywe libandla? Inkosi igweba ngesigwebo esipume apa kwaba bahleli betyala. Inkosi itata kule ngxoxo, owona mxolo umelwe kukuba sisigwebo esipumeleleyo.

#### Ityala elaka latefwa apa.

uTobise, wangalelwa ngu Nomaxegwazana umfazi ongumka Marele Gwama, ngoku mtuka kakubi. uNomaxegwaza, weza enkundleni wamangala. Inkosi yayi ngu Julius Makalima. Kukutshwe umsila oka Nenemba uruthane, ukuya kuxelela uTobise intombi ka Shinta, ukuba umangalelwae,  
201/...

s774

290

K11/40

291. nokuba maze eze namangqina ake, enkundleni yamatyala komkulu ngomhla otile, omiselwe elotyala. Wafika ke lomhla, lateka ityala ngokwesi-ko lesikosa. Inkosi ihleli ngasexhantini ingqongwe zinduna (Abahleli tyala) zayo. Ngapambili kutetande amadoda aze kumamela. Abanini betyala bahlala kwindawo zabo nabo. Kwabizwa uNomaxegwazana wateta incaza yokuba utukiwe ngu Tobise. Amangqina ake awayeko amngqinela. uTobise akabanga namangqina kwelake icala. Wacela ukuba makapiwe ituba, azifunele amangqina. Lamiswa ke ityala. Kute ngomhla wesibuni wetyala eli, kwatetwa enkundleni, kwacaca ukuba amangqina ka Noma-xegwazwana ateta & ngokufanayo, abe aka Tobise, esiwa ngokuwa. Kwa-caca ukuba akuko nyaniso, ku Tobise, lakuba ityala lihleliwe ngaba-hleli. Wagwetywa ke uTobise, wadliwa igusha ezimbini. Lapela ityala. Wapuma umsila, ukuya kuhlawulisa.

Elinye ityala:- uMatinini umfo ka Mswelantloni, wamangalela umfazi wake owaya kuhlala kowabo, enkundleni yamatyala komkulu. Kwa-kutshwa umsila oka Ngambu uLutoli, ukuya kubika esosi mangalo ku Batayi umnakwabo mka Matinini, nokuya kuxela ityala elo, kwindlalifa uBatayi, kwanosuku olumiselwe ityala. Ngemini yokuqala; lamiswa ityala, kuba um-mangali wayengena mangqina kakuhle, kute ukuze ligwetywe elityala, nosuku lwesibini kwacaca ukuba umfazi uyayala indoda le, apa enkundleni. Wayicacisela inkundla, xa kufuneka ukuba makapindele endodeni yake, uba akayifuni indoda le yake. Isigwebo esawiswayo ke kwatiwa, "Makuketwe". Inkomo ezazilobole zazilishumi. Amasu alomfa-zzi ayematandatu, kute ke kwezinkomo ziseleyo zine, enye yayeyenkundla, enye, yayeyokucita indlu wati ke um-mangali wagoduka nazo ezimbini. Kuba kaloku eziya zintandatu zamela lomasu omfazi, kuba kaloku ilisu libetana nenkomo.

Elesitatu ityala:- uMfombi wamangalelwu ngu Jonisini, ngokumi-tisa umkake. Iyala litetwe komkulu ngokwesi Kosa, waza & walivuma enkundleni ityala uMfombi. Waye m-mitisile umfazi ka Jonisini. Wagwetywa ke enkundleni apo, wadliwa inkomo ezintlanu. Ke uMfombi wazi hlawulela apo enkundleni. Inkomo ezine zaya kum-mitiselwa uJonisini. Enye yasala enkundleni.

Umteto osetyenziswayo.

81. Inkosi & nenkundla ziwazi njani umteto? Umteto esikoseni, wavele nomtu, yinto edaliwego, kusetyenziswa amava ezinto ezadlulayo, izi-gwebo, namatyala, nezitete zakudala, ngokwasekudalweni g ngu Tixo.

/82. Itvala.....

s774

82. Ityala liteteka ngokuva amatyala angapambili? Ewe, ityala liteteka, ligwebeke n̄ okwamasiko nangokwezigwebo zamatyala edlulayo. Okukona x̄ umtu akulileyo enengqondo yokuva amatyala, nendlela agwetywa ngazo, kokukona anengqondo nobucule bokuhlela ematyaleni.
- 292 293. 83. Zifunyanwa kumatyala akudala? Ewe, umteto wesiXosa wakiwa ngo-kwezinto ezenzekayo, ngokwesigelo, ngemihla, ngemihla.
84. Abadala bayafuneka? Ityala njengoku sekutshiwo libuzwa kwabada-la indlela yalo ukuba laka lakona ngapambili, laza lagwetywa njanina. Kanti ke ayenelanga lonto, kuba nolula umtu, usuke abe bukali ngengqondo, abe nembono oyisa kuzo etyaleni eltile.
85. abantu abadala bayazixela izinto zakudala? Ewe, ziko inkonde zamaxego anamava, ekubhekiswa kuwo abuzwe indlela ekwaqutywa ngayo mandulo zinkosi ezafayo, ngokumayela namatyala nomteto. Lento ibanwa kukuba isiko nomteto wakwa Xosa wona awuzange ubalwe ndawo, ugcinwa ngentloko iye ngamava nobudala bomtu.
86. Umteto owamiswayo uke uyekwe? Umteto owamiswayo asinto ike iye-kwe. Kuwlalwa kuwo nokuba sekutenina, kuba n̄guwo olun̄isa ilizwe nentlalo kulo. Pofu ngamanye amaxesha inkosi iyakwazi ukuti umtu onetyala, iti kuye, "Ungabe uyipinde lento, uyakwenzakala, uyakudliwa, ndiyakuxolela." Idla ngokutsho kumtu onembiko, nongaqelete kwenza nto imbi. uMbozwana ka Finini, wamangalelw̄a ngokusila utywala engabuce-langa ukuba makabusile (imvume enkosini) yamngkolisa nje kodwa inkosi yaza yamlumkisa njengokuba sekuxeliwe ngentla, waxolelw̄a.

uRupa ka Xozelo wamgalelw̄a ngokuti kuko umgidi kwa Mendisi aku-tshwe ukuba ayokuba lilico apo agade ukulawulwa kwamabandla kwati ngenxa yoba kwala wulwa kakubi wamgalelw̄a. Ke naye wangxoliswa 293 294. akadliwa esitubeni soba abamangali zange batete ngoko. Wati ke yena andenzanga n̄ga tshova kwaye akuko namtu oke wakalaza. Wangoliswa uRupu kodwa waxolelw̄a.

#### Isigwebo, indleko zenkundla.

87. Ngobani abavumelana n̄esigwebo? Abantu abavumelana n̄esigwebo, asililo ibandla lonke lipela, ngamadoda angabasesixhenxeni, ate aketwa yinkosi ukuba abe ngabahleli betyala.
88. Abaligela elingakanani? Lamadoda angabahleli betyala abamatanda-tu, nasixenxe, nasibozo, ngokutanda kwenkosi leyo. Akuko voti itatwa-yo xa kuzakuwiswa isigwebo.

/89. Sixelwa.....

s774

89. Sixelwa ngubani isigwebo? Isigwebo esisixelwa yinkosi, apa kubahleli, iti ke kwayona inkosi ibabize abaninityala, iwebo ityala elo, ibandla lonke limamele.

90. Liyemiswa ixesha lentimbo? Umtu, akube egwetyiwe, akalindwa, kukutshwa umsila uye kutimba ezonkomo (indleko) adliwe zona, kwakunye nendleko zenkundla. Ukuba umtu uyaziqonda ukuba akakalungi, nfokwasentlawulweni, uyazicelela enkundleni apo. Uti ke amelwe ngamadoda, ukuze amiselwe ityba elitile, ekufuneka lingendluli, engekahlawuli. Ukuba ute akalunga lada ladlula elotuba, uyatinjwa yinkosi.

91. Kuyacaciswa into eyohlawulwa, enkundleni? Ewe, kuyacaciswa kwangoko, ukuba enkundleni kohlawulwa ntonina, okanye, kangakananina.

294  
295.

92. Uba ubhatele ngeneno kwesigwabo kwensiwan? Ngokwesiko, umtu ogwetyiweyo, akanako ukufuna ukuhlawula ngeneno kwesigwebo seNkosi kuba, angaba wenza elinye ityala - elokudela inkosi.

93. Yeyipi intlawulo engabatalwa kwangoko? Ukuba ke intlawulo ayifinyelelanga kwa ngoko ukuza komkulu, umtu uyatinjwa yenkoski.

Ukubenela kwinkundla epezulu.

94. Umtu xa ezakubena, uxela kwa nqoko akugwetywa? Umtu obenayo ebegwetyiwe, ubena kwalomini wagwetywa, akalindi nosuku olu.

95. Unako umtu okubenela kwinkundla epezulu? Umtu ofuna ukubena, ngenxa yokungakoli seki sisigwebo, akanasitintelo, usuke abane ngokufuna oko kwake.

96. Angalelwa ukuba abane? nqubani? Umtu mnye angamnqandayo umtu ofuna ukubena ngumtu ozalanayo naye, amnqande ngezizatu azibonayo, ezinje ngokuqonda ukuba uzakudleka nqento engasenamsebenzi, njalo-njak

97. Isibeno siyapelelwa lixesha? Umtu xa ete wema isidala engaben, uyapelelwa lixesha lokubena.

98. Ngubani umtu omisa usuku lesibeno? Umtu omisa usuku letyala elo lesibeno, yinkosi leyo inkulu abenele kwinkundla yayo. Inkundla epakamileyo ngokwesi Xosa yinkosi enkulu.

99. Sitatelwa amanyatelo isibeno setyala? Umtu obenileyo akata tetwa manyatelo kwisigwebo sake, setyala kude kube sesipelweni sesibeno sake Oko kukuti, uyalindwa abene, agqibe, agwetywe okanye ogwetyelwe apo.

295  
296.

100. Xa ebenile umtu, ityala liqalelwa ekuqaleni ukuviwa? Ewe, ityal ngokwesi Xosa liqalelwa ekuqaleni akutetwa, lakufika kwinkundla epezulu.

/101. Xa kubenelwe.....

s774

K11/40

101. Xa kubenelwé kwengapezu ko, lipinda ligalelwé ekugaleñi kwakona?

Nokuba isibeno esisitetwa kwinkundla yesitatu, kwakutetwa ngokungati, lityala eliqalwayo, sitetwa šiqalwe ekuqaleni.

102. Ityala elabenela enkosini:- uFalitenjwa Jongilanga, wayebambene no Manune unina amzalayo, ngelifa. Unyana lo wamangalelwá ngunina, kuba esiti unina, lempahla, yimpahla yendoda yake, unokwenza ke nantonina ngayo xa etanda nokuba kange abhekise nto kunyana wake. UManune wamangala tanci ku Futshane Nenemba ongumpateli nkosi, okanye isibondë esiyinduna epambili enkosini. Ekumangaleni kwake wayesiti ezinkomo zimelwe kukubalwa ngaye, zingabalwa ngendlalifa, emveni kokube indoda yake ifile. uFutshane yena ute ukuligweba elityala, impahla imelwe uba ibalwe ngendlalifa uFalitenjwa. Ute ke uManune akenela sesosigwebo waza ke wabinela eNkosini uJulius ka Makalima. Elityala libuye latetwa enkundleni yamatyala komkulu, litetwa yinkosi leyo namapakati. Kwangokunjalo inkosi ibuye yamgweba umfazi ngeliti, "Ilifa lilunge endlamafeni". Yatsho esiti xa indoda ifile isiko lihamba apo. Yati Mfazi yeka ukulawula into zendoda yako, yeka unyana alawule izinto zikayise. Kodwa ke, xa bequba imvisiswano unyana ~~ka~~ makamazise unina xa ezakwenza into. Kwakona uManune ubenele enkundleni yase Ofisini kuMantyi, kodwa waba wagwetywa nalapo. Egweba ngeliti yena uMantyi, "Andina Kugqita esigwebeni senkosi." Waba uyancama ke uManune.

296  
297.

Elesibini ityala:- uMaxaba wamangalela indoda yake, ngokungamembatisi. Wamangala esibondeni sake uLutoli ka Ngambu. Wateta wagweba kwabonakala uba uMaxaba ake neliswanga naye ke wabhenele eNkosini. Latetwa ke ityala, kwafumaneka uba isizatu esibangele uba ati akatengelwa, yinto yoba engafuni uba indoda le itengele odade bayo. Wamgweba uNkosi, wati, "Maxaba ungumendi, awuzelanga kucita lomzi wakwa Gasela." Wati endodeni ungaze ubalahle odade wenu ngenxayalo-mfazi. Wati akugwetywa uMaxaba wancama.

103. Ayengantoni? Kulamatyala, clinye kwakuxaTywana ngelifa. Elinye kukungevisisani kwe ndoda nomfazi wayo.

104. Kwatini ze kubenwe? Into eyayibange ukuba kubenwe, kukuti uMmangali acinge ukuba uwettywe kakubi, angeneli sisigwebo esiwisiweyo kuye.

105. Abateti betyala kwinkundla encinci, bamelwe ukubako kwinkundla epezulu? Ewe, kufuneka beko, xa ityala litetwayo kwinkundla epezulu.

/106. Inqubo.....

106. Inqubo kwinkundla epezulu:- Ityala kwinkundla, epezulu litetwa kwa njengetyala lonke. Litetwa yinkosi namapakati ayo enkundleni. Az amangqina ahiale qeke bucala. Litetwa kanye njengawo onke amatyala.

Inkundla yenkosи.

107. Inqubo valenkundla iyafana neyenkundla yezibonda. Ewe, inqubo enkundleni yenkosи iyafana neyezibonda.

108. Ayahluка amatyala aviwe kugala? Ityala liyafana ngokwesi Xosa, xa litetwa okokugala naxa selipindwa lisisibeno.

109. Ibako ngokwayo inkosi? Ewe,

110. Unokungabiko unkosi? Hayi, inkosi ayinako ukungabiko xa iteta ityala lesibeno.

111. Utata yipi indawo unkosi? Into eyenziwa yinkosi ngalomhla wetyla-la lesibeno, kukongamela ukuhlala i esihlalweni sake sobukosi, uyaxoxa kancinci kodwa.

112. Uyawabuza amangqina okanye atete namalungu enkundlu:- Ewe, inkosi iyabuza apa kubanini tyala nakumangqina, into ezitile.

113. Inkosi yiyo exela isigwebo? Ewe.

114. Intlawulo yetyala:- Intlawulo ayilindi, uti nje akugwetywa umtu, kukutshwe umsila, ukuya kutimba, eze nazo ezonkomo, nokuba yintonina, kwangoko. Asinto ilindayo intlawulo.

115. Inkundla iyalimisa ixesha lokuhlawula? Ewe, inkundla imisa ixesha lokuhlawula ngoko, ayimi ukutimba - kutinjwa kwa oko.

116. Ukona umtu ohlawulisayo? Ewe, umtu okutshwa yinkosi, ukuya kutimba, ngumtu okutiwa ngumsila wenkosi.

117. Umsila uyabatalwa? Ngubani! Umsila lowo uyahlawulwa. Uhlawulwa yinkosi. Uhlawulwa nokuba kungantoniwa, ngokutanda.

118. Ukuba kufuneka amandla kwensiwa ntoni? Ukuba kufuneka amandla, kukutshwa amadodana aye kutimba ezompahla. Ukuba umgwetywa uyalwa uyabetwa ade afe ukuba uyafa okanye ade ancame lowo wenza inkani.

119. Xa umtu engahambi nomteto wenkundla:- Ukuba umtu akahambi nomteto wenkundla, uydliwa inkomo nokuba yigusha. Lonto kuye isiso hlwayo esikutshwa yinkosi.

120. Ukuba umtu ugwetywe ikatsi, ukatswa ngubani? Ukuba umtu ugwe-tyelwe ukubetwa, unikelwa komnye wenduna, kutiwe mayimbete.

121. Xa umtu egwetyelwe ukufa, kuqutywa njani? NgokwesiXosa umtu ogwetyelwe ukufa utatwa yinduna iye naye eliweni. Uti ke apo abo-

/tshelwelwe.....

tshelwelwe ilitye entanyeni. Ut i ke atyalelwe ezantsi yinduna leyo, afèle apo. Kungenjalo umtu uyangcutwa ngoluti olubazileyo afe. Kanti unako ukubetwa ngenduku ade afe.

### 26. Iziggito, amatyala, izono.

#### Unobangela.

1. Ikona iyantluko pakati komtu owone n-abom okanye ngengozi:- Umtu ekute kwacaca ukuba into akayenzanga ngabom, uyenze ngempazamo, uya-pulelwa esigwebeni, angailiwa kakulu. Wumbi ide inkosi imxolele imyale ingamdi mpela.
2. Xa enomsindo okanye oyikile? Ewe, xa umtu ezunywe ngumsindo, okanye ukoyika, uyavelwa opulelwe esigwebeni.
- 3.. Xa eyenze into engayicinganga:- Ukuba umtu uyataruzisa ematyaleni esiti, into uyenze en akange ayicinge, okanye akayenzanga nganzondo, ~~nakalom~~, uti axolelwe opulelwe nasesigwebeni.
4. Xa ebezikusela:- Ukuba umtu uti akube enze itipla azitetelele ngokuti ematyaleni, ubezikusela. Kufuneka enayo into ecacisa ukuba, ngokwenene ubezikusela egwintwa. Ukuba akananto yobungozi ibonakalayo kuye, kufuneka edliwe nje ngokwetyala lonke (nje ngomlwi), Kufuneka kucacile kakuhle ukuba uzikusele, ebesenziwa into, akalimazanga nje.
5. Xa ecatshikisiwe:- Ukuba umtu ematyaleni uzitetelela ngeliti ubecatshukisiwe ngulo amenzakalisileyo, akateteleleki ngalonto. Usuke agwetywe ngamandla ngesosenzo.

#### Imfanelo.

6. Imfanelo zendoda xa koné umfazi wayo nokuba ngabantwana bayo:- Xa ate umfazi wanetyala nokuba ngabantwana banetyala, ityala elo lelonnini mzi, indoda leyo eti ihlawule. Xa begwetyiwe, kufuneka intlawulo. Izicaka zihlawulelwa ngumnini mzi, kwanabalusi ngokunjalo. Abanta kwabo umtu ubahlawulela xa bexakekile bengenandlela yokuzihlawulelala.
7. Imfanelo yomalusi naedemesha yempahla eyalusile:- Umalusi kudala ubeti xa empahla abeyalusa yenze umowakalo, asuke umnini ntsimi ambete into ke leyo emenza abe nenyameko engapezulu umalusi lowo. Ngamanye amakesha umnini mpahla usuke atate into eyeyomalusi lowo, nokuba yigusha yake nokuba yinkomo nokuba yimali ke kulamaxesha emali, ahlawule umonakalo ngayo.

/8 Xa umtu.....

300  
301.

8. Xa umtu eyeke into eyingozi:- Umtu esikoseni uti mhla waluka, ayalwe ukuze angayiyiki ingozi eyazi, enokuti yenzakalise abanye abantu neyalupina, uhlobo. Ukuba uyibonile into eyingozi engati yenze ingozi kwabanye abantu. Kungum-miselo ukuba abazise, abalumkise kulo lento ukuze bangenzakali. Nawupina umtu omkulu ke kuyimfanelo ukuba agcine kwizinto ezinge nangozi kwabanya. Abantu ke bona bati ngemfeketo yobuntwana bazenze noKuzenza izinto ezinengozi kwabanye, bangaxeli xa bebona ingozi kuba betanda ukuyibonela isenzeka. Kuti ke kwakufunyaniswa ukuba ngabapi na abantwana ~~is~~ abenze lonto, basuke bohlwaywe ukuba yekisa lonto.

9. Iziggito ezibekiselele emtwini ukubulala umtu:- Xa umtu ebulele umtu, isiko lesintu ubebulawa naye ukugwetywa yinkosi, atinjwe nenkomcezozake. Imizekeliso. Ezozinto zenzeka entla ke tina asinamzekelo ngayo. Kuba ezizinto zazisenzeka kudala engekabiko umlungu. Ke tina Mamfengu schle nomlungu ukuza apa zati ke izigwebo zabantu ababulele abanye azabi zezenkoski, zazezabelungu. Njengoba netyala lokulwa nelegazi sebalitatela kubo.

10. Ukwenzakalisa umtu afe ngengozi:- Xa kute kwacaca ukuba umtu ubule~~ke~~ ngengozi, umtu ubexolelwa kudala yinkosi kuba kucacile ukuba into ihle ngengozi.

11. Ukubulala ngabom:- Lowo ubulele omnye ngabom, uyabulawa naye, kuba umteto uti, "Igazi malipindane". Oko kukuti makafe naye umbulali

301  
302.

12. Indoda ebulele ~~nye~~, umfazi obulele omnye:- Indoda ebulele enye ngoluhlobo seluxeliwe. Iyabulawa xa ibulele ngabom, ixolelwe xa suku ba ibulele ngengozi. Kucaca oko ematyaleni. Indoda xa ibulele umfazi inetyala lokubulala. Ngokwakudala iyagwetywa igwetyelwe ukubulawa, Xa ibulele umtwana igwetywa kwangesisigwebo sokufa. Umfazi obulele umtwana:- Unetyala lokubulala. Ugwetyelwa ukubulawa, xa kute kwacaca ukuba ubulele ngabom. Xa iyingozi ecacileyo uya xolelwa. Umtwana obulele omnye Ebuntwaneni, umtwana utatwa ukuba akakabi nabubi baku bulala ngabom. Itatwa ngokuba bayenze ngengozi lonto. Ohlwaywe lowo wenze ingozi leyo, aze ayekwe.

13. Liyaxelwa enkosini? Ewe, ityala lokubulale lisiwa enkosini, ukuy kuxelwa zinduna zenkoski.

14. Ityala lokubulala litetwa yinkosi yodwa? Ityala lokubulala lite twa yinkosi yodwa. Induna zilisa enkosini xa zite ~~is~~ zaliva.

/15. Iba yintoni.....

15. Iba yintoni isohlwayo? Isohlwayo somtu obulele omnye, kukubulawa, nokutinjwa umzi lo wake. Intlawulo:- Utinjwa inkomo zomzi wake zonke zipela, zitatwe yinkosi. Imbuyiselo:- Akuko nto izuzwa okanye enikwa obulaweleyo. Abantu bangabenkosi, ngoko ke kule ntlawulo yenkoski. Akuko nempunde le eya nakubanina ngapamdle kwe nkosi. Umzukelo Besenditshilo kumbuzo we toba ukuba ezizinto zagqibela ko kokoke ngoko tina sipantsi komlungu ke asikululwanga kugweba bona kumatyala egazi nawokulwa nalawo okubulala ke.

302  
303.

16. Ka umtu ubezikusela, okanye ebulele indoda erexesa nomfazi wayo:-

Xa kuko ubungqina bokuba umtu ube ezikusela ebeqaliwe ngapamdle kwesizatu isenzo sake sokubulala siyaxolelwa emva kwetyala. Xa umtu ebulele omnye abembambe emfazini wake embambe erexesa, lowo uya gwe-tyelwa nakomkulu kutiwe akanatyala. Xa umtu acatshukiswe ngomnye nangalupina uhlobo. Kufuneka aye kumangala enkosini angalwi. Xa ate walwa ✕ waza wambulala lowo ube emkatazile, unetyala kwaye ke ezakugwetywa ngokubulawa naye ngokwasesikweni lesintu.

#### Ukulimaza.

17. Kwenziwani xa umtu elimaze omnye? Xa ete umtu walimaza omnye lomtu uyadliwa. uTukutezi ka Dumiso walimaza uNgonyolo ka Ngamou ngokuti amapule ingalo nge bunguza. Ke laya kubelungu wadliwa uTukutezi. Ke wati xa ebiza ingalo yake wacela uTukutezi uba mabazokuteta ekaya. Ke tabuya bateta waza uTukutezi wayivusa ingalo ngenkabi yenkomu.

18. Umtu owapule omnye ingalo:- Udliwa inkomo.

19. Umtu onqumlu ingalo nokuba ngumlenze womnye:- Umtu owenze lonto naye utinjwa inkomo.

20. Okupe omnye iliso:- Naye uyatinjwa yinkosi inkomo.

21. Ote waroboza omnye indlebe wasisitulu:- Naye uyadliwa inkomo zentimbo. Lento yolutimbo lwenkosi, ibiqubeka kakulu kudala, kuba inkosi bezizenzela, zizipatele ngokupola nangoko wazo umteto, abantu bazo. Namhlanje amatyala anjalo selesisiwa kwi ofisi yabelungu, ekuti ke ezozizi zonke zityiwe apo yilo nkundla.

303  
304. 22. Indoda elimaze enye:- Eti iyilimaze ngokuti mhlawurbi yapule enye ingalo, isiwa effisini ematyalen. Apo ifika igwetywe ukubanjwa ukuze ibuyiselele lomtu imlimazileyo ngokuti irole nokuba ngamashumi atile eponti. Kodwa ke esi Xoseni umtu owenze lonto ube tinjwa

/yinkosi.....

s774

K11/40

yinkosi umtu onetyala. Loke ulimaze omnye. Indoda elimaze umfazi:- Isigwebo, sikwanje ngasentla, indoda idliwa paya e Ofisini kakulu kanti yona yoke walelwé paya etrongweni nqelixesha (Gaol) Indoda elimaze umkayo:- Umfazi indawo angabulekela kuzo xa elinyazwe yindoda zintatu, yinkundla yakomkulu, kukowabo, nase Ofisini yamatyala. Xa ebalekela komkulu, indoda leyo yake iyadliwa inkomo. Xa eba lekele kowabo umfazi indoda idliwa inkomo nguyise wenkomo. Kukwangokunjalo nase Ofisini indoda iyabanjwa idliwe imali eziponti ezintlanu nokuba lishumi leponti. Yonke lomali ingena e Ofisini apo, akuko nto ayibuliselelwayo umfazi kuba akalwanga yindoda. Indoda eyenzakalise umtwar Indoda ete yalimaza owake umtwana iye ixolelwé, xa ite yamenzakalisa ngengozi, kutiwe, imenzakalisile.

23. Ukwenzakalisa ngengozi, ngabom, nangokufumana enze umtu:- Ingozi yinto engeyiyo yangabom. Kuti ke xa kude kwacaca ukuba into yenzeke ngengozi, ati umenzi wayo axolelwé. Okwangabom xa umtu ate wacaca ukuba uyenze ngabom into yokulimaza omnye unetyala. Uyagwetywa uhlwa ywe, okanye adliwe, ade enze nembuyiselo kulamtu alimaze yena.

304  
305.

Ukufumanenze umtu:- Xa umtu enze ingozi ngenxa yokuswela inktalo, nobuhem-hem lomtu uyaxolelwé, kodwa ake ayalwe yinkosi imlumkis Nasemtetweni kukwanjalo, nase Ofisini uyayalwa acaciselwe ukuba wodli wa xa ate wapinda n wafumana wenza.

#### Amanxeba okubetwa,

24. Umtu owenzakalise omnye:- Ka ate umtu wamenzakalisa omnye wampa laza igazi, uyabanjwa, agwetywe ukuba ahiale etolongweni inyanga eztile. Utí ke akupuma adliwe imali, nokuba ngamashumi amabini eponti, imali ke enikwa lomtu wopulweyo okanye ulinyaziweyo, ukuhlawula igazi lake. uTsibiyane Ntozini wambeta uNana Metula, wamcanda itambo lento ngo. Babe bangisana ngenkomo ababetenziselene yona. Emtetweni, kuti we uTsibiyane ngeyenga mbetanga, ngeyem-mangalele. Tafakwa etrongwer ke uTsibiyane, wagwetywa inyanga ezintatu. Ute ke akupuma wamangalel uTsibiyane, ngu Nana ngegazi lake. Wadliwa ke amashumi amabini eponi e Ofisini.

25. Xa enze amanxeba:- uBonakele yolwa wahlabu uDyantyi ka Matyobo: ngomkonto, kodwa akafa. Elotyala laqutywa kwanje ngeli lingapambili Umtu uyabanjwa, kanti xa umenzakali emangalela ukupalaka kwegazi lakuyahlawulwa.

/26. Xa umtu.....

26. Xa umtu obetwe ngamangindi okanye ekatyewe:- Xa umtu emenzakalise omnye ngenduku, okanye ngamanqindi okanye emkabile uyadliwa nokuba zi-  
305. ponti ezimbini, nantlanu, ngoko lohlobo inkosi intande ngalo, ngokwe-  
306. hlobo letyala.
27. Infozi:- Xa umtu x eyenze ngengozi into uyabonwa, acaciswe ngo-  
 bungqina obunikwa ngamangqina. Kuti ke xa kucacile uba yingozi lonto,  
 axolelwwe yinkosi.
28. Into yangabom:- Xa umtu emenzakalise ngabom omnye, uyagwetywa  
 enkundleni yamatyala, ohlwaywe ngokudliwa inkomo yinkosi. Ezonkomo  
 ziti ke zihlawule igazi, zityiwe yinkosi ngokwesiko lesi Xosa.
29. Xa ebezihlanganisela:- Ukuba umtu upalaze igazi, pantsi komgca  
 wokuzihlanganisela lomtu uyagwetyelwa, xa kubonakele ubungqina obu-  
 cacileyo. Kungenjalo, ugwyeta nje ngokwetyala lokupalaza igazi.
30. Umzekelo:- uBabana no Daliwonga abafo baka Jongilanga babeta  
 uRwebezi umfoka Flekisi, bamqkeze itambo lomlenze, bamgqeba nenduma,  
 bomhlanganyele. Bamangalelwa, baza babanjwa bafakwa etolongweni.  
 Ekupumeni kwabo badliwa. Emnye wadliwa ishumi leponi, ngenxa yoku-  
 palaza igazi. Indoda nomfazi wayo: uBaby Magwevana wabeta umfazi  
 wake uMamtembu, wamtsho wazinduma entloko. Umfazi wamangala komkulu  
 laza ityala elo lagqitiselwa e Ofisini. Lite lakuba litetwa elotyala  
 kwacaca ukuba uyayituka indoda. Lacitwa elotyala akwabiko ntawulo  
 Macala onke.

306.  
307.

Umtu omdala nomtwana:- Umfo ekutiwa ngu Ngquba wati ebeta umfazi  
 wabeta nomtwana wake, watsho walala ngendlu umtwana zintlungu. Unina  
 womtwana uMangombolo wamangala enkosini, laza lagqitiselwa e Ofisini  
 Lati lingekatetwa ityala wafa umtwana kwaza kwati kanye ngalemini ye-  
 tyala wafa uNgquba ekuseni ke kwaziswa e Ofisini uba uNgquba ufile la  
 za ke laba liyapela ityala lingatetwanga.

Umtu nomtwana ongengowake:- uLucas ka Mxoyana wabeta umtwana  
 ongengowake. Elotyala lesiwa komkulu, nalapo labuya lagqitiselwa e  
 Ofisini. uLucas wadliwa e Ofisini iponti ezintlanu. uKwedi umfo ka  
 Honono wabiza igazi lomtwana wake elafana lapalazwa ngu Lucas. Ke  
 umfo ka Mxoyana wawangedolo, wacela uxolo, warola inkabi emnyama yen-  
 komo ukuxolisa umzali womtwana. Wati ke kuba uKwedi wayengenasixiba  
 naye uLucas waxola. Lapela ityala.

Umtwana owalimaza omnye:- uTamsanya Ndwanya wabeta uKolakele  
 /umfo.....

umfo ka Nobala Yangapi ngezembe, watsho wafa kwangoko. Pambi kokuba afe kwayiwa enkosini ingasenako nokuteta inkwenkwe. Yaya kwangoko inkosi yafika yayipakamisa, yati, "Kwedini, kuteni?" Kwaqala ukuviwa izwi layo isiti, "Lomtu undenjenje, ngu Tamsanqa, undixabele ndinga lwanga naye, ndingenasizatu." Elityala lasiwa e Ofisini, laza late-twa kakulu apo seyifile lonkwenkwe laza ke lalindela ijaji (abagwebi basemLungwini) Ke elotyala litetwe ngomhla wesine kulonyaka ka 45 yagwetywa ke iminyaka elishumi (Hard labour).

<sup>307</sup>  
308. 31. Ityala lokufa like liyekwe? Ewe, ityala lokufa like liyekwe, kodwa ke ngalamaxesha akudala.

32. Xa umtu ezikusela? Xa bekusiliwa udiwu utmu ezikusela, kusiliwa ngabantu abaninzi, umtu obulele omnye ubengenatyala ngokwakudala, kubi ubezikusela.

33. Xa egaliwe:- Umtu xa ebekatazwa ngomnye emqala, akanatyala, kan' ke ngoku ubanetyala, kuba umteto uti makaman ale enkosini.

#### Ubudlwengu.

34. Ityala lobudlwengu livasiwa komkulu? Ewe, ityala lobudlwengu lisiwa esibondeni esiti ke sona ngokukwakudala kawuleza lilliggitisele enkosini umtu olitetayo aligwebe, ngokwakudala. Ngoku ityala lobudlwengu inkosi itata amanyatelo ngalo iliggitisele e Ofisini.

35. Xa umtu odlwengulweyo en axelanga kwangoko:- Ukuba umtu odlwengulweyo ute akaxela kwangoko, akubiko tyalo.

36. Ubungqina bomtu odlwengulweyo benele? Ewe, ubungqina bomtu odlwengulweyo benele xa ate wakala kwaza kwati kwakuba kusukelwe, wabanjwa k lomtu, kwacaca ke ukuba wenze njengokuba umdlwengulwa exel akube ekangelwe.

37. Kufuneka iko imigudu yemizamo ebona kalayo? Ewe, kufuneka ibona kale imigudu abeyenza umdlwengulwa lo.

38. Elityala ligwetywa yinkosi? Ewe, ngokwesiko umdlwenguli uye agwetywe yinkosi, ngokungakumbi xa inkosi wunyelwe ngo kwaseku Rulumteni ukuba iwagweke amatyala ayo onke.

<sup>308</sup>  
309. 39. Wohlwaywa njani umtu ogomfileyo? Ukuqomfa nokukupa isisu yinto engeninzi noko yona. Iti ukuba ite yenzeka, ngokwesi Kosa lomtu ugwe tywa ngokwesi Kosa, njengamaggwira aposwe eliweni afe, okanye abulawe nangezinye indlela. Kweliyesha ufakwa etolongweni aze kodwa angaxonywa, kuse kutiwe, "Isono sokubulala umtwana wako, siyekelwa kuweno Tixo wako".

/40. Isigwebo.....

40. Isigwebo xa umtu ebete umfazi wapuma isisu:- Umtu obete umtu omitiyo, ufana nqwa na lowo ubulele omnye ngokwesi Xosa. Uyabulaw okanye agwetywe nangalupina nhlobo, agwetywa ngalo umtu obuleleyo. Ngokwesilungu umtu uyabanjwa agcinwe etolongweni, kungabiko nandle la yakuba anga kutshwa apo.

Addendum to page 22 Section 26.

41 (a) Ukubulala usana:- Ukubulala umtu nokuba mdala kangakanani na, nokuba lusana, yinto ebiti ukugwetywa kwayo, igwetywe kwango-kuti, abulawe nalomtu ubuleleyo, ngemini zakudala. Abanye abantu bati ngokufumana umtwana ongumgqakwe, azame ukumbulala nangayipina indlela. Amawele nezilima azifane zingafunwa ngangokude kufuneke zibulewe zona. Omnye umfazi wazala umtwana ongumgqakwe. Ute akamzala eyedwa egadini, wamembela wamngcwaba ehleli wafela pantsi komhlaba. Kwati kwakufunwa, wafunyanwa umtwana embelwe egadini. Umfazi ufaewe ityala, elati lasiwa ejajini. Ejajini ugwetywe inya 309  
310. nga ezilitoba etolongweni. Emveni koko ukutshiwe kwatiwa ityala lake, nesono sake siyekelwa kuye no Tixo wake. Ukululwe ke ukuba azamazamane nesazela sake.

Umzekelo wesibini yintombazana eyayi tisharakazi eyati yamita. Ngesizatu soku ngafuni ukwahlukana nomsebenzi wayo yaya kwilizwe elikude, yafika imini yoba izale. Yati yakuzala ingumhambi yazama ukugoduka. Endleleni ite kxe yamtata umtwana wayo yamfaka epileni yayibopa yambeka yamshiya. Yahamba indlela yayo se iyakuvula isikolo. Bate abahambi bendlela bayibona ipila n nomtwana pakati sed file. Ngokuka Tixo kwati kanti uMistress lo walibala iteta yake kulo pila waza walandeka umkondo womtwana ofileyo. Kwa xelwa eNkc sini yaza yaya e Ofisini. Bapuma o Nonqawe ayipuzwa abantwana bak Rulumente (policemen) baya bamfumana uMistress esikolweni efundisa Bamtata baya naye e Ofisini wagwetywa unyaka etolongweni ehleli nesosidumbu sosana lake. Kusasa ubemnikwa amvase; amncancise nge dinner anikwe amncancise awake naye esitrateni. Ngesosizatu wafa uMistress luvalo, lokuhlaliswa nesidumbu.

42. Xa umtu etete kakubi komnye:- Xa ate umtu wateta kakubi komnye, uyamangalelwu enkosini, adliwe, isigwebo sake seso sokudliwa ngenxa yokutuka. Nanku umzekelo:- uZulu ka Didi, wamangalelwu yinkosi yake uJulius Makalima ngokuti amtuke, ammele ngapambili,

/ehamba.....

ehamba nenduna yake uLutoli ka Ngambu. uNkosi lowo ke wamsa emtetweni uZulu, ke wagwetywa ngokuteta kakubi enkosini yake. Wadliwa ke iponti ezimbini. Umzekelo wesibini:- uZingiwe, uNomfumaneko no Nyenjiwe batukwa nguBonakele waza wadliwa enkundleni igusha ezimbini.

43. Umtu oxoke ngomnye:- Umtu oxoke ngomnye uyadliwa, ekubeni emangale-lwe ngobuxoki.

44. Umtu opoxe omnye:- Lento iyimpoxo, oko kukuti, ukuhlekisa ngomnye umtu, asinto intle konke. Umtu oyenzayo uyabetwa, okanye amangalelwe, kanti ke ematyaleni paya komkulu woti adliwe. uBatayi wapo xa isibonda uLutoli ehamba nepolisa emasimini, ngokusuke abe ekwaza esiti, "Heyi, akuhlanjwa kulontsimi". Wadliwa uBatayi ishumi lesheleni ngalonto.

45. Imeko ezenza ukuba umtu opoxwayo atate amanyatelo:- Xa umtu ecatsi kiswa ngomnye nokuba kungokupoxwa, nokuba kungokutukwa nokuba kunglela nina, lomtu angatata amanyatelo xa ete wanomsindo, wacapuka.

<sup>311</sup>  
32. 46. Umtu ucapuka maxesha onke? Ewe, umtu utata amanyatelo xa oniwe ngomnye.

47. Xa kutetwe njani? Umtu ushukuma xa ehletyiwe, k watetwa uboxoki ngaye, kwaza kwako amangqina okuba lomtu abe eyitetile lontc ibubuxoki.

48. Utata amanyatelo xa epoxwe njani? Umtu utata amanyatelo akuba kuhlekisa ngaye xa omnye ete qho ngokumqhula ngento angayifuniyo efana nesituko kuye.

49. Ezingxabano zipeliswa njani? Ingxabano leyo ayipeliswa ngabo bantu baxabanayo bodwa, bayanqandwa ngabanye.

50. Pakati kwentsapo zabo:- Xa abantu okanye abazali babo bevene, ingxabano yabo iyatetwa ipele yimilowo, oko kukuti, izizalwane zabo macala omabini ziyawuxoxa lomcimbi ugwetywe upele.

51. Zitetwa enkundleni:- Ezizinto zokuxokana okanye ukuhlebana, ziyatetwa e (Ofisini) xa zite azabinakutobozeka enkundleni, okanye xa omnye ebenile emva kuesigwebo esiwiswe yinkundla yakomkulu.

52. Zigwetywa njani? Indlela ezigwetywa ngayo ezizinto kukudliwa, nokchilwaywa, nokutetiswa, ayalwe. Ixomekeke enkosini ngokubona kwayo uhlobi lwetywala.

53. Uyahlawuliswa? Ewe, umtu uyahlawuliswa umonakalo wake awenzileyo.

54. Xa etaruzisa? Ewe, umtu uyaxolelwxa etaruzisa, yinkosi ngokuqond indlela yetyala nokuzitoba kwake um-mangalelwxa.

3/2

55. Ngokubetwa? Ewe, isigwebo somtu ngelinye ixesha siba kukubetwa, ohlwaywe.
56. Inkosi yona ifaniswa nabantu? Inkosi yona ayifani nabantu nje, Kwinto yonke yona nesibonda, ipatwa ngahlobo lumbi, nokuba yenze ntonina. Inkosi iyamtuka umtu yona kanti lonto asinto yanto, kuba ngumtu omkulu. Nezibonda zipatwa ngentlonelo nembeko, kuba kaloku zingumlomo weNkosi. Lonto yenza ukuba iti nokuba yomile induna esayo isigwebo singayidlakazelisi nje ngabantu nje.
57. Ukutatwa kwamanyatelo kubazali:- Umtu kuti zekutatwe amanyatelo, ngezinto zake kubazali bake, oyise nonina, abe akabaniki mbeko umtwana lowo. Kudla ngokubizwa imilowo imtetise umtwana lowo, kanti ukuba akeva, womangalelwaa enkosini, kude kuye nase Ofisini, apo wogwetywa konna.

#### Ukonakala Kwentombi.

3/3  
3/4

58. Kuhlawulwa bani xa konakele intombi? Xa umtwana oyintombi, onakaliswe ngumfana, kusuka abafazi bonke belali, bayo kutata inkomo yesihewula. Lonkomo ke iqutywa ngabafazi, baye nayo kokwabo ntombi leyo yoniweyo, ixelwe apo ngabo. Isiko lelokuba idliwe ngabantu abadala bodwa. Ayidliwa mpela lulutsha.

Umzekelo:- uJanuary Lufundo, wonakalisa uNomantombazana Tungata.

- Zesuka imazi zolusu (abafazi) zavakala zisombela ingoma yesihewula zaya zakufika kwa January enkundleni, zaziketela oyona ityebileyo nentle inkomo. Intombi yayiko nayo, ihamba ze. Bafika bayiquba lonkabi intle ilubelu yaya kuxelwelwa kwa Babana Jongilanga, apo intombi yayihlala kona.

59. Xa intombi yoniwe, ingamitanga, iyahlawulwa? Ewe, isiko liti xa intombi yonakaliswe ngumtu, kufuneka ihlawulwe ngokwesiko lesi Xosa, nokuba ayimitanga intombi leyo. Umzekelo:- uJanuary lo uxelwe ngentle wayengam-mitisanga uNomantombazana lo. Kodwa wadliwa inkomo yesihewula ngoko kanye engamitanga.

60. Kutiwan ixa lomtu wone intombi engelukanga? Ukuba umonakalisi wentombi leyo, akalukanga (uncircumcised) kuqutywa isiko lesihewula, elicazwe kulombuzo we 58 ungentla. Umzekelo:- uXegwana ka Nongcula, wati eyinkwenkwe wona uMevi Tyckola. Yatata inkomo yesihewula ngabafazi njengesiqelo nesiko. Kwaqutywa ke ngolohlobo seluxeliwe. Ukuba intombi ibanjiwe ibelele nomtu, iyakangelwa ngabafazi uba ayonakalanga na. Ukuba ifunyanwa yonakele intombi, imponakalisi lowo uyedliwa.

3774

K11/40

Ukuba kufumaniseka engayonanga, akenziwa nto, kuba yintombi shambisana nayo eyaziwayo.

61. Ubungqina bokonakala kwayo intombi:- Nga xa limbi, intombi iya-zixela ukuba yonakele okanye ibonakale kwasegazini layo, xa ijongwe ngabafazi, bat i ke bakuyiranelo bayikangele, bayiqonde. Xa um-mitisi eyi kanyela, kudla ngokujongwa usana mhla lavela, ukufana kwalo noyise olu-kanyelayo. Ukubanjwa komtu esenza isenzo eso akuteti nto, xa umtu ebanjwe ~~mnktu~~ nomtu ametsha naye. Into eyenziwayo kulomeko, kukuyikangla intombi leyo, kuti ukuba yonakele bube ubungqina bonele. Ubungqina bona bofuneka xa umfana ekanyela, naxa kude kwesiwana ematyaleni nge-nxa yokukanyela kwendoda leyo.

62. Imihlabo yokukanyela ityala lokumitisa:- Umtu unawo umhlabo woku kanyela, xa ebe ngaziwa uba intombi uyametsha nayo. Uyakanyela naxa ebengeko yaza intombi yayeka ukuya enyangeni esemlungwini yena emsebenzini ekude nayo. Unako nokuti ubenge yedwanga entombini apo.

63. Amatyala okoniwa nokumita kwentombi esiwa kwa senkosini? Ityala lokonakala kwentombi nokuba ayimitanga, litetwa yimilowo emakaya. Ukuba kuvisiwene ngabazali babantwana abo, lonto ipelela apo pakati kwemilowo leyo. Ayide iye ~~x~~ enkosini nasesibonden, xa kungabangako mbambano nakupika, kumenzi walonto.

64. Ukumita ekaya:- Ukuba intombi imitele ekaya iti yakuzixela kuni-na, kubizwe intlanganiso yabo bonke abafazi balomzi, nabo bonke abazalana romzi lowo. Iyabuzwa, incinwe, ide ixele umtu oyimitisileyo, pambi koba lonto isiwe kubazali bomtwana abangamadoda.

65. Kufuneka intombi imxele umtu oyimitisileyo? Ewe, xa intombi imiti iyanyanzelwa uba mayumxele umtu oyimitisileyo. Ngamanye amaxe-sha, amantombazana ayabatyala abantu bengenzanga nto. Intombi iti ngelinye ixesha kanti ibe imetsha nabantu abaninzi. Iti ke ngelinye ixesha ingabisamcana oyena uyenze nzima, ifumane ixele nokuba ngubanina. Ngelinye ixesha iti kanti itengiwe ngumtu oyenze nzima, esiti maze ingamxeli ixele omnye ubani, ezama yena ukusinda etyaleni. Kunge-njelo intombi le isuka itande umtu otile ebimetsha naye, iti ke ngoku-qonda uba ingafumana ukwenda okuhle kuye, imtyole nokuba akenzanga nto

66. Xa umtu one intombi:- Intombi xa yonakele, lonto ilityala eli-hlawulwa n enkomo, ngulowo uyonakalisileyo, nokuba ite yaba imiti oka nye yonakele nje ayimitanga. Utu unina akuyibona ukuba yonakele,

/abize.....

s774

K11/40

abize abanye abafazi, baputume inkomo yesihewula kulo mzi wakulo ndoda yenze lonto. Umzekelo:- uMlungu ka Hlosi, wadliwa ngentombi ka Ngcwa ngu owayeyonile. Abafazi balomzi, bat i k bakuyeqonda ukuba intombi leyo yonakele, pofu ingamitanga, bayakuquba inkomo yesihewula eyati yayakudlelwa apo kwaNgcwangu.

Umzekelo 2:- uJonothan Makalima, wamitisa intombi yakwaMiya, waselenyuka nengalo, mya eyizeka, yabangumfazi wake.

Umzekelo 3:- uElias Nongcula, wamitisa uJanet Mzimba, Ke wamkanyaela uba akamitiswanga nguye. Ngenxa yobungqina wahlawuliswa uElias. Laza igama lomtwana kulonina wangu Mpikwa. Ute umtwana akuba mdala, wafuna ukuya kuyise uElias. Ute akafika wambanga ngoku uyise wada wamolusa wakupa nenkomo yesondlo. Ukuba intombi yonakele kuhlawulwa inkomo yesihewula. Intlawulo iba yinkomo enye yabafazi, eyesihewula.

316  
317. Akuko sohlwayo simbi ngapandle kwenkomo yesihewula. Akanyanzelwa ukuba umtu makatshate nentombi xa eyonile kanti xa etanda ukunyuka nengalo ayitshate njengo Jonothan lo, kunyanzelokile uba ayirole inkomo yenqutu. Ukuba abatshati bayayekwa, abanyanzelwa. Kuqutywa intlawulo nje, kuhlaliwe. Umitiso nesondlo:- Ukuba umtu umitisile, uhlawula inkomo ezintlanu. Kanti kwakona kunyanzelokile ukuba arole inkomo yesondlo yomtwana lowo wake. Akuko sondlo sisesinye, ngapandle kwalo nkomo isiwa kulonona womtwana aze ke akululelw kowabo umtana.

67. Iba ngokabani lomtwana? Umtwana wesisu ngowoyisse wentombi, ulilifa lalomzi wakulo ntombi leyo, kodwa xa angahlawulwanga. Ut i ukuba uhlawulwe ibe ngowendoda leyo imitisileyo. Iti ke akuba mdala imlende umtwana, lowo kulonina, ikupo inkomo yesondlo, imtatele kuyo.

68. Inkomo zentlawulo zezikabani? Inkomo ezientlawulo, ziyskulo-ntombi ezine, kanti eyesihlanu isala komkulu, xa ityala lide leza enkundleni. Kutiwa lonkomo inye isala komkulu, yinkomo yenkundla ukubizwa kwayo.

69. Kuhalwulwa ntoni, xa ite intombazana le vapuma isisu, okanye yazala umtwana wafa? Ukuba intombi ipume isisu, okanye yazale umtwana ongasekoyo, ityala liyapela um-mitis i akahlawuli, xa ebengekasihlawuli esosisu. Ukuba uyatanda angahlawula, kodwa xa engstandi akankunyanzelwa bani. Yiyo lento idala ukuba sti umtu akuba emitisile, acebise intombi leyo ukuba mayiqomfe kupele ityala.

317  
318. 70. Xa intombi imitiswe okwesibini, iyahlawulwa? Ukuba intombi imi-

/tiswe.....

s774

K11/40

tiswe ngumtu, lomtu uhlawula inkomo ezintlanu. Ukuba upindile wayimittisa urola zibene, xa epindile kwakona zibantatu. Emva koko akuhlawula uzalela ikowabo, ke ngoku lontombi ibizwa ngoba yinkazana.

71. Bakona abantu abayumela uba intombi zabo zonakaliswe, ngenxa yoba befuna intlawulo? Hayi, akuko mtu uke avumele intombi yake imite, ngenjongo zokufumana inkomo zesisu. Wonke umtu ufuna intombi yake yende kakuhle, ukuze ifumane ikazi. Akuko mtu uke ayifune mpela into yomito emtwaneni wake.

Urexeko.

72. Indoda yenzani xa irorela uba umfazi wayo uyarexeza? Indoda xa iranela ukuba umfazi wayo uyarexeza, iyamlinda, imgade, ide imbambe, ifumane intlonze kulomtu uberexeza nomfazi wayo. uNopoliti wati kanti uyarexeza no Mangwane umfazi ka Paul. uPaul warora waza waya emsebenzini, ekubeni elapo, umfazi usuke wamita, kwati kwakubuzwa waxela ukuba ngu Nopoliti lo um-mitisileyo.

73. Yenzani indoda xa imbambe nendoda umfazi wayo? Ukuba umfazi ubanjwe crexeza nenyе indoda, uyabetwa, kutatwo nentlonze. Kudala bekungeko tyala nokuba ufile xa indoda leyo inentlonze isiqinisiso paya ematyaleni. Umrexesi lowo uti abanjwe asiwe esibondeni esiti ke sona simse enkosini kutetwe ityala, ukubangumhambi utatyatwa asiwe enkosini yake kowabo apo ityala litetwa kona. Ukuba lomtu uzalana nendoda, uyanbanwa ukuze ati akube edliwe, arole nenkomo emdaka yokuhlamba umbulo lowo bawenzileyo. Umbulo ke kukulalana kwabantu abazalanayo benze inyala. Nawupina ke umtu ozalansyo nomfazi nokuba yindoda, ote walale nalomfazi, wenze umbulo, oti ke uqutywe kwangoluhlobo seluxeliwe ematyaleni paya.

74. Litetwa pi ityala lomtu orexezileyo:- Ukuba kuko umtu obanjwe crexeza nomfazi womnye, elotyala litetwa enkundleni yamatyala komkulu paya. Ukuba kuko obenayo enkundleni, elotyala litetwa ke ngoku e Ofisi ni yasesilungwini apo ke lipelela kona. Umzekelo 1:- umfombi ka Yolwa wabanja erexeze nomfazi ka Jonisini wabetwa wabaleka kungafumanekanga ntlonze. Ityala livele mva ngokusuke ngoku am-mitise. Wadliwa akube olivumile ityala komkulu inkomo ezintlanu. Umzekelo 2:- uNopoliti wamitisa umka Latsukutsa. Ityala lisiwe o Ofisini apo ade walivuma ityala waza ke wadliwa inkoro ezintlanu.

75. Isiqinisiso sorexezo:- Nasi isiqinisiso sorexezo sesokuba umfazi /ankombe.....

s774

K11/40

amkombe lomtu, okanye amite amxele, okanye kubanjwe intlonze (Into yomrexesi lowo uyindoda) Kukufana komtwana nalomtu uzindlwayo okanye ukanyelayo kanti ke nokumita komfazi indoda ingeko ikwa sisiqinisiso.

76. Indoda iyamenza omfazi wayo axele umtu am-mitisileyo? Indoda iti ukuba umfazi umiti, embete ade axele lomtu am-mitisileyo. Oko kuti uyamnyanzela ke ukuba axele. Lonto ke ibubungqina xa ade wavuma umfazi.

319  
320.

77. Uba ibihleli ixesha & elide inkoko, iyamangala xa emitit umfazi?

Ewe, umfazi akufuneki arexeze, nokuba indoda seyihleli iminyaka emininzi emLungwini. Ukuba urexezile elo rexre lake liya kudliwa, lakubanjwa.

78. Kuhlawulwa ntoni xa umfazi erexezile? Ukuba umfazi ute akurexeza wamita, irexe lidliwe inkomo ezintlanu. Ukuba akamitanga zintatu.

79. Amadoda enza ntoni ukukusela urexezo ebanazini bawo? Urexezo emfazini wake umtu ulutintela ngokumyala umfazi xa ngaba uyemka uya emLungwini. Abanyeke abantu bayayenza into yokuti kanti xa amkayo, umshiya emnyangile umfazi, ukuze ke iti indoda eke yalala naye ife, okanye yenzakale. Endlwini xa umtu selebonile ukuba ma kanyange unyanga isikundla esi sake ukuze ati umtu oke walala nomkake esikundleni sake afele apo. Lento yokubekela umtu yenzeka kakulu xa umtu ate waroreleka ekubeni uyarexeza nomfazi womtu, mhlawumbi eke wabanjwa, waza akayiyeka lonto. Isikuselo:- Umtu xa efuna ukuba angaze wabaniwa ekurexezeni, unxiba imiti anyange isiqu esi sake ukuze abe nentelezi. Naxa ayayoke kumhlobokazi lowo wake, uyazibila, aziqumisele esenzela ukuze angakonktwa kwa zizinja, asinde nasekubanjweni kanjalo.

80. Bohlwaywa njani abantu abarexeze nabafazi benkosi? Isohlwayo somtu obanjwe erexeza nomfazi wenkosi, uyatinjwa, ade & ngamanye amxesha agxotwe elalini yenkoski leyo, abacele kwindawo zimbi. Kanti ngokwesiko akutinjwa lomtu urexeze nenkosikazi yedwa kutinjwa nezi zalwane zake zonke ezikulolali.

320  
321.

81. Ukurexeza nenkosi:- Inkosi kwa Xosa ngumtu ohlonipekileyo kakulu ekuti nokuba yenze ntonina, kanti akuko mtu unokuze abekise nelimdaka. Ukuba inkosi irexeza nomfazi womtu omnyama, indoda yalomfazi isuke itule tu kuba lonto yensiwa yinkosi. Ukuba wumbi ubani ute wayibamba inkosi kutiwa ukuvakaliswa kwalonto, kuxelwe mtu wumbi, kutiwe kubanjwe yena, naye ke angakanyeli. Ayidliwa inkosi ukutsho oko.

/82. Ukurexeza.....

s774

K11/40

82. Ukurexeza komhlolokazi:- Ukuba umhlolokazi obujelwe yindoda, uhambisana namanye amadoda, lonto ibizwa nje ngokuba kukurexeza. Isiko ke lona umtu ofelwe yindoda, kuqokelelana imilovo, aketelwe umtu kwallapa kulomzi amlale ukuze azalele kwalomzi (enzele umfi inzala) Elisisiko loku Ngena elisuka kude ko Koko betu.

83. Likona ixesha oluti uxexezo luvunyelwe? Ezisuseni? Hayi, akuko nasinye isisusa esivumelayo ukuba umtu lo angoxexeza. Into elisiko yona kukuti, paya kwa ntonjane, intombi zabuwe, zilalwe ke nqabo bantu zabelwe bona. Kanti nangoko ote wayona intombi yomtu wodliwa. Abanye ke basuke bonyuke nengalo, ibe intombi leyo izuzana nokwenda njalo. Akuko kurexeza apo, kuba zintombi ezi. Kona, akuvunyelwe naku yipina imeko ukurexeza, umtu ade aye kufa.

84. Likona ixesha eliti urexezo libe netyla elibi? Ewe, kuti xa ate umrexesi walwa nomnini ~~xx~~ mfazi, ngokungakumbi xa ate lo ungumninimfazi wazuzana nokwenzakaliswa ngulowo ungumrexesi naxa ate umninimfazi wazuza intlonze paya eseleni. Ngezozisatu, ~~x~~ urexezo luba netyla elibi.

#### Ukugcagca.

85. Amatyala abantu abagcagca nabafazi babanye:- uNdlela Gwama wabaleka nomfazi ka Mangali Yena. uMangali wati akumfumana umfazi ukuba uku Ndlela wam-mangalela enkosini uBushula. Wagwetywa uNdlela, wadliwa inkomo ezintatu ukuba eyaliwe, kwatiwa wodliwa ngapezulu ukuba uke wapinda wamtata. Kwati kwasematyaleni apo, kwacaca ukuba uyise walomfazi, akamfuni uNdlela kakade ufunu intombi yake iye kakkumyeni wayo uMangali.

86. Isizatu sokugcagca kwabo, nalapo babalekela kona:- Isizatu salento, yayilutando, pakati ko Jessie umka Mangali no Ndlela. Basuke batandana (they fell in love) kwabonakala ukuba umninimfazi lo, uyahiywa ngu Ndlela ngesoya, lase litateleka ke ihulekazi elo. uNdlela wabaleka naye lomfazi, waya kumfihla eMhlakulo.

87. Abazali baka Ndlela nabomfazi:- Bonke abazali (imilovo) baboban bayicasa lento, kangangokuba, ute umyen'i akuya kuyixela lento ebukweni bake, kwesuka uyise wentombi wahamba nonyana (umkwenyana) weza naye enkosini, ezokuxela lento. Inkosi ikupe induna zayo zayakumtata uNdlela nalomfazi, bafika komkulu bexeshwa ngamahashe, uyise, eselapa komkulu.

/88. Elotyalà.....

s774

K11/40

88. Elotyala latetwa pi? Njani? Ityala latetwa komkulu. Wagwetywa uNdlela kwaza kwakutshwa umsila, ukuya kutata intlawulo ka Ndlela.

322  
323.

89. Kwahlawulwa? Ngantoni? Intlawulo yaba zinkomo ezintatu.

90. Yaba yintoni isohlwayo sendoda? wohlwaywa njani yena umfazi?

Isohlwayo endodeni, yaba kukudliwa ezonkomo qha. Akazange chlwaye yena umfazi, wayalwa nje qa yinkosi, kwatiwa maze angabe apinde ayenze lonto.

91. Wabuyela endodeni yake umfazi? Ewe, wabuyela endodeni yake, uMangali.

92. Benziwani abantwana:- Abantwana abo babangabendoda, akukonto yenziwayo ngabo.

Izonakalo, empahleni yomtu:- (Ukotyoboza).

93. Kwenziwa ntoni ngomtu ongene egadini yomnye:- Ukuba ubani utyobozé entsimini nokuba kusegadini yomnye, lowo unetyala. Umninintsimi usuke aye kum-mangalela enkosini, lowo wenze lonto, agwetywe yinkosi, nangalupina uhlobo.

94. Xa impahla & idle okanye yasela apo Kungavumelekanga:- Ukuba impahla idle okanye yasela apo kungavumelekanga, iyabanjwa ngabantu bakomkulu abazinduna. Abantu bazo ke bayakuhlawula komkulu, ukuze zibe nokukululelwka kubantu bazo.

95. Kwenziwani ngomtu ofunyenwe egadini yomnye? Ukuba umtu ufunyenwe selengene entsimini nokuba kusegadini yomnye, unetyala. Uyamangalelwka nqumminintsimi enkosini ngokumfumana entsimini yake engamazi into x aye kuyenza.

96. Umtu oye emzini womnye ebusuku wenziwani:- Ukuba umtu ubanjwe emzini womnye, kungeko mvume yoba lapo ebusuku unetyala xa angakange azise kum-ninimzi okanye umnikazi mzi. Uyamangalelwka. Umninimzi 323  
324. umsa esibondeni esiti ke sona simse enkosini, amangalelwwe.

Umonakalo.

97. Wenzani umtu owonakalise impahla yomnye? Ukuba umtu wonakalise impahla yomnye kufuneka arole intlawulo ekwafana naleyo ayonakalisi-leyo. Kufuneka avuse kwayona nqento ekwalolohlobo, okanye xa evumele-ne nomnini mpahla, unako ukuyibuyisa nangenye.

98. Kuko umahluko kwinto eyenziwe ngabom, okanye ngengozi? Ewe, uko umahluko wamaxa into yenzeke ngengozi okanye iyinto yenzeke ngoku ngabinankatalo, kulamtu ube eboleke, okanye estate into yomnye, yaza yonakala.

/99. Ukona.....

99. Ukona umahluko xa kutetwa ngesikade eso? Ewe, umahluko uko xa kutetwa, ngesikade eso, kuyacaca xa into umtu eyenze ngokuti ngqo naxa engayenzanga ngohlobo olucacileyo.

Umonakalo, owenziwe yimpahla, nosapo lomtu:- Umtu unetyala ngomonakalo owenziwe yimpahla, nezinja, nabantwana bake. Ingcebiso:- Xa umtu ecebisa omnye, uze lo ubecetyiswa ahlelwe yingozi, akanatyala umcebisi kuba yena uzeke engayazi into yokuba elocebo lingadala ububi.

100. Unetyala umtu xa ayeke isikade engeyesitintele? Hayi, akanatyala umtu, xa ayeke into esisikade angesitintele singenzeki. Pofu umtu omdala, ngakumbi & indoda, kuyimfanelo yake ukuzikupa inkomo xa ezibona zisenza umonakalo entsimini yomnye. Lisiko nesiyalo asinikwayo mhlawaluka, kutiwe, "Ke namhlanje, uyindoda nje," Xa urike inkomo ibutisa, yivuse, xa impahla urike ingene, yikupe, nokuba yeyapina, kuba bulapo ubudodo." Akuzange kwabako tyala kulonto. Umtu onetyala ngumnini mpahla.

324  
325.

101. Unetyala umtu ocebise omnye kakubi? Hayi, umcebisi akanatyala, nokuba amacebo abe wanika omnye abengeko nyanisweni, kuba ubengamnya nzelanga ukuba makawalandele lo macebo. Uwatate naye, ngokuwaqonda ukulunga umcetyiswa.

102. Umonakalo emasimini:- Xa umtu onakalelwwe zizilimo zake emasimini. Kukutshwe induna zenkosi ziye entsimini apo, ziyokubona uhlobo lomonakalo lowo. Kuti ke kufuneke umnini ntsimi ehlawulwe imali elingana nexabiso lalomonakalo. Mandulo bekuhlawulwa nangempahla, enje ngegusha nebokwe.

Umonakalo ko vimba:- Xa umtu onakalelwwe nguvimba wake, lowo ungumnini konakalisa uyadliwa okanye abuyise ukudla okukwangako, akuse kumnini sisele njalo.

Umonakalo wezindlu:- Xa umtu enze umonakalo ezindlwini zomnye, nokuba kungalupina uhlobo, uyazivusa azake ngendleko zake.

Umonakalo elucinweni:- Xa impahla yomtu yonakalise ucingo lomnye, umonakalelwwe uyamangala, aze lowa ungumnini mpahla, adliwe yinkosi, lonto adliwe yona, iyakulamtu worakalelwego, kusale indleko zenkundla komkulu apo.

Umonakalo kwimpahla:- Xa umtu onakalise impahla yomnye, kufuneka adliwe, ayibuyisele kumnini wayo, okanye arole kwa impahla ekwa njalo.

/Ubusela.....

Ubusela.

103. Kwenziwa ntoni xa inkomo, ibokwe, izinja zebiwe? Xa kubiwe impahla enje ngenkomo, ibokwe, izinja, nokuba zinkuku, ziyafunwa ngabanini bazo.

325  
326.

104. Zifunwa njani impahla ezibiwego:- Indlela yokufuna into ebiwego kukuhanjwa kubuzwa kuhelusi bemihlambi ngemihlambi, kwilali ngelali, ezo kufunwa kuzo. Kuyayiwa ngabanye nakosiyazi, ukuva umkondo. Inkosi naye iye iqokelele amadoda elali, ekuti ke spo kubeko mfo utile, uti axele ukuba uyamazi umtu obe lonto, ngokuti abe x ubebonile, okanye evile.

105. Ubugai bokunganda ubusela:- Amadoda amaninzi afuyileyo ati ukuqonda kwawo ubusela emizini yawo, anyange utango olu lwempahla, kanti isela loti lakufika, libajiswe, kuse limi apo, liti ukuba beselibambe igusha, kuse liyibambile, Ukufunyanwa komtu owebileyo ukuba ngubanina kuyiwa emaggireni kuyokuvunyiswa.

106. Ubuggi bobusela:- Inte ekuqondwa ngayo ukuba umtu uyibile impahla yomnye kukuba ifunyanwe kuye okanye emzini wake, zibe impawu zicacile ukuba zezomtu etile. Isikumba nentloko le inopawu lomnini-mpshla nazo xa zifunyenwe emzini womtu kuba bubungqina obo bokuba nguye x isela. Ewe nomkondo xa uhamba waya kupela emzini womtu, inika ubungqina naleyonto, bokuba umnini walomzi uko kobo busela balonto. ,Xa umtu eboniwe udla ngokusuke antanywe ngulowo umbonileyo.

107. Lipatwa njani isela:- Umtu obanjwe esiba akabetwa, ngapahdle koba usuke walwa tanci. Uyabanjwa asiwe komkulu enkosini ematyaleni. Lonto ayinako ukupelela pakati kwemilovo, kuba ubusela lityala lenkosi emalitetwe yiyo ke. Indleko zenkundla:- Ngapandle kokubuyisa okanye ukurusa into umtu ayibileyo, ziko indleko umtu azihlawulayo, ekutiwa zindleko zenkundla, eziba yimali, nokuba yimpahla ehambayo. Ukohlwaywa ngokubetwa:- Inkundla iyakwazi ukuti isigwebo sayo umtu olisela makohlwaywe, anikwe ikatsi (ngokwenteto yangoku). Imbuyiselo:- Xa umtu ebileyo kufuneka avuse kwalonto abe eyibile, arole inkomo ukuba ube ebe inkomo, njalo-njalo. Pofu ukuba inkundla ibonile, usuke adliwe nje nangalupina xx k uhlobo.

326  
327.

108. Ukuba inkomo eyebiweyo xx idliwe lazansela alayihlawula, kwenziwa ntoni? Ukuba umtu ugwetyiwe, ekubeni ebebile kwafikwa isilo eso selesityile uyagwetywa. Ukuba akanandlela yokuhlawula,

/ulihlwempu.....

ulihlwempu elingenazinto mpela, uyalindwa ade afumane impahla, kanti nokuba seyilikazi lentombi yake koti lakufika zitatwe ezonkomo kwelo kazi, kubuyiselwa la mtu. Udma ngokunikwa isigwebo soko hlwaywa ku-qala.

109. Ubusela ekaya:- Xa ubusela bupakati kwabantu abazalanayo, lonto itetwe yimilowo (abantu bomzi) isiwe komkulu ibe lityala lifane nama-nye, adliwe arole imbuyiselo yalonto kwanendleko zenkundla. Ukuba litetwe ngamakaya elotyala isela elo liyayihlawula lanto liyibileyo, lingxoliswe ngamadoda kakulu kungabiko ndleko zankundla.

Izigqito zokuvukelumbuso.

110. Kwenziwa ntoni ngomtu ofuna ukubukuqa inkosi yake? Ngokwesi Xosexa umtu ate wacaca, ukuba uzame ukwenzela inkosi imigibe, ngenjongo zokuba ibukuqek ebulkosini, naxa umtu ate wazama ukuba inkosi mayikubeke emsebenzini wayo wokupata, lomtu, uyagxotwa yinkosi. Imgxota ukuba apuma elalini x yayo, ayekuma kulomazwe atanda ukupatwa zinkosi zawo. Xa umtu ezama ukwenzela isibonda kwa amayelekenq anjalo, uya-gxotwa yinkosi le inkulu, ngokungawululameli umbuso.

111. Ukungatobelumbuso kwabazalanayo nenkosi:- Umtu ongumninawe wenkosi, ote akayitobela inkos, uyadliwa paya ematyalen (enkundleni Adlelwe ukudela inkosi. Udliwa roqo, ade ayiyeke lonto. Umzekelo:- Ngekuba ekwakupete inkosi engu Bushula ka Makalima, umtshana wake ongu Faku into ka Mbuntshu, wasuke wayidel inkosi, akayiva xa imxelela nayipina into. Wabonakalisa ukungayikataleli, waza ke wadliwa inkomo yinkosi leyo, ekuben belitetiwe ityala.

Umzekelo 2:- uSojingose ka Magenu, owaye nguninalume wenkosi ubushula, wati akubizwa yinkosi akaya. Inkosi yam-mangalela ebandleni. ngokudela inkundla, wadliwa ibokwe esake isigwebo.

112. Kwenziwa ntonina ngomtu ongayitobeliyo imiteto yenkosi yake! Eyesibonda, eyesitunywa senkosi? Ukuba umtu akayinanzi, ayenze imiteto yenkosi, uyadliwa. Kukwanjalo naxa ate akayitobela imiteto yesibonda, nokuba sisijoli senkosi esingumlomo wayo, kude kuye nakuwupina umtu, obekwe emagunyeni, yenkosi. Yonke imiteto ekutshwa yinkosi, kufuneka itotyelwe, yenziwe kanjalo. Akuko mvume yokuba umtu angawenzi umteto wenkosi, asuke ayekuhlala enkundleni yokusompa amatysala.

EsiXoseni, akufuneki mpela uba kugqitwe ezivini lenkosi, kufuneka nabamina alitobele ilizwi lenkosi, enze lonto itetwe yinkosi.

/Akukatalelekile.....

s774

K11/40

Akukatalelekile nokuba inkosi iteta into abangayifuniyo abantu, kodwa nje ngoba beyimisela, inkosi iyintloko, kufuneka belandeli ilizwi lenkosi.

113. Kwenziwani ngomtu ongenambeko, afumane atete, enkosini nasesibondeni? Umtu ote wayidela inkosi, ngenteto, nangezenzo, uyamangalelwa addiwe yinkosi nasesibondeni ke ikk kukwanjalo, xa umtu eswele imbeko nentobeko. Utu ke xa engayekiyo ete roqo, ukwenza izinto ezingenantobeko, agxotwe yinkosi, emke emhlabeni wayo.

Ukutakata.

114. Benzani abantu xa becinka uba ukona umtu obabulalayo? Ukuba abantu emzini banenkolo yokuba umtakati uko emzini wabo, bayasuka bayeko siyazi, baye kuvumisa. Into ebanga ukuba abantu bacinge ukuba umzi lo uyatakawta, kukugula kosapo, nokuso loko impahla le ibutyuza igula isifa, kude kube koke, nezifana ezingaqondakaliyo, eziti zicacise ukuba umzi upetwe. Enkosini, bayaya bafike baxele ukuba ubani paya usiruqule ngokutakata, kawenze icebo nawe.

115. Bamxela nfokwabo umtu ongumtakati? Ukuze bamazi umtu ongumtakat: kuyiwa kosiyazi abantu abanolwazi nengqondo yalonto.

116. Iggwira eli linukwa pi? Njani? Iggwira liye linukwe paya emzini wegqwira okanye kulondawo kuvunyiselwa kuyo. Kupuma amadoda nabafazi kupatwe iminqayi emnyama nemvubu. Endleleni apa akubuzwa mtu mpilo 329 330. kungeko nancoko yanto. Kuti kwakufikwa, kudityanwe nesanuse, esiti sombelelwe, kuqwatwywe izandla, eloggira ke lilo elixelayo ukuba umzi lo ubulawa ugumtu otile, oluhlobo olutile, bazandisele ke abantu, bamazi.

117. Iggira eli liyambiza ngegama umtakati? Iggira indlela elimxela ngayo umtu oligqwira, kukumane lixela umzi wake, jsitome sake, ibala lake, nento ayayo, enje ngobuhlobo kwelikaya. Licaze nezinto awake wazenza lomtu, zize ezizinto zizonke, zimenze acace lomtu. Ngelinje ixesha limbiza ngegama.

118. Kungqinwa njani uba umtu uliggwira? Iggwira lidla ngokubanjwa emzini lihamba ze, okanye libanjwe ebuhlanti, liye ezinkomeni. Omnye ubonwa ngokozela imini le, ukuze ke kucingelwe ukuba akalali ebusuku. Omnye uba notikoloshe, oyindoda uba nenyoka, nempundulu. Omnye umtu ungambona eteta yedwa nokuba uhleli, kuye kutiwe ke onjalo uteta nezinto zake.

/119. Kwenziwani.....

119. Kwenziwani emtwini ongginwayo uba uliggwira? Ukuba umtu uyangqi nwa ukuba liggwira, uyabanjwa angcutwe, ukuba uxeliwe enkosini, yona iyamgxota elalini yayo, okanye uyatshiselwa izindlu zake indlela yokumgxota, omnye ayokweyeliselwa emaweni. Likona iliwa lamaggira apo eyaliselwa kona.

120. Uka anikwe ituba loba ajike esimeni sake? Ewe, uke ayalwe kutiw makabuyeke ubugqwira, kodwa suba ikukuzidla imizuzu ngokwenje njalo, kuba umtu otakatayo akayaleki. Qonda xa umfazi enokuzibulalela abantwana bake nendoda yake.

330

121. Kwenziwa ntoni ngeentsapo yeqgwira, xa libulewe? Ukuba iggwira libulewe, usapo lake xa lute alabulawa, luyayekwa lubacele ezhilatyeni zalo. Impahla ehambayo yona itinjwa yinkosi, iyifuye.

122. Zike izihlabo zeggira zifunyanwe zibubuxoki? Ewe, igqira ngamanye amaxesha liyaxoka, lifundwe ukuba lento beliyiteta asiyonyani. Ukuba igqira lifunyenwe ukuba lixokile, alinikwa mkonto, okanye nayipina intlawulo.

### 27. Indlela zokuliwa nemfazwe.

#### Izizatu zemfazwe.

1. Igala njani imfazwe? Into eqala ngayo imfazwe, isukela ekubeni, zisuke izizwe zixabane, zize zilwe ke.

2. Kuliwa ngeantoni? Ngosezo okanye ukudlisa impahla? Indawo zokutya isa okanye ukuseze impahla, kwanembambanc zemihlabo, impindezelo ngokubulawa komtu, okanye abantu besinye isizwe kwanokutukwa, kude kuye ebuseleni bokubiwa kwenkomo, zonke ezizinto bezidala imfazwe ngexesha lawandulo.

3. Imfazwe ngumdlalo wabafana? Imfazwe le, ayingomdlalo wabafana abaselula. Yinto eti xa yenzeke ngokudalwa lulutsha, ixoxwe, ipeliswe, kuba izanokufa, nokuciteka kwesizwa. Iti xa ide yenzeka, itwaliwe ngamadoda angamaqina.

#### Ukulungiselelwa imfazwe.

4. Bayayilunziselelwa imfazwe abantu xa bakayo? Ewe, imfazwe iyulu ngisellelwa ukwakiwa kwelali.

331

5. Yakiwa isondelelane imizi! Imizi, ibisakiwa nje iti sa, kwangolu-hlobo kulilo namhla, ibiko into yokuzaka ilali ezindadeni, kanti ka ilali ezikwindawo ezinjalo azilula ukuhlaselwa lutshaba.

/6. Bakona.....

s774

K11/40

6. Bakona abagadi? Hayi, akusoloko kugadiwe, into eyenziwayo kukugada xa seliko imfazwe eliwayo, kubekoabantu ke bokusoloko begade ukuza kotshaba.
7. Bahamba bexobile? Ewe, ngexesha lemfazwe, abantu bebehamba bezi-lungiselele ukulwa notshaba, ati umtu ehamba abe elindele ukuhlatywa komkosi.
8. Amadoda alwa xa aminyaka mingapi? Imfazwe iliwa ngamadoda asele-qinile, amadoda angase bafana, akwaziyo ukubinza.
9. Amadoda ayanyanzelwa emfazweni? Ukufunzwa kwamadoda omkosi, asinto inakunyanzelwa bantwini. Kusuke kuhlatywe umkosi kutiwe, "Ilizwe lifile!" Onke ke amatshawantliziyo ayatukutela, aziwe elunywa, kungeko kuhlala, akude kucengwe mtu ngokuya emfazweni.
10. Amadoda angayiyo emfazweni! Amaxego akayi emfazweni, neziqwale nezilima. Amaggira ayaya emfazweni ayokunyanga. Abizwa ngokuba ngamatola, lawo anyanga amadoda emfazwe. Onyana benkosi bayaya. Ukuva kukupa izimpi, babe ngabapati bamabuto, nemikosi.
11. Abafazi bayalwa? Okanye bayancedisa emfazweni? Xa sukuba imfazwe itunyelwe izigidimi zokuxela ubi imfazwe ifika ngemini etile, abafazi bagcinwa ndaweni itile nosapo. Erhlatini paya, nasemiqolombeni Inkosi leyo ixelelwe ngemfazwe yenzo baqokelelwe. Xa ite imfazwe ya-qubulisa, abafazi bayanceda emfazweni ngokuti bahlale umkosi ngokuti,
- 332  
333. "Wayekela! Zibambene ngazo endaweni etile." Kuti ke ngoko basukele nabe bengazi nto, ngenxa yokuva ukuhlatywa komkosi. Enye indlela abanceda ngayo abafazi kukuti xa kuko amadoda awileyo bazame ukuhlala pezu kwayo, ukwenzela ukuba kusela abawileyo bangabulawa. Okanti nabapukelwe zintonga kwicala labo bayabanceda.
12. Zifunyanwa pi izixobo? Izixobo ezinje ngemikonto, namakaka, ziyakandwa zingcibi ezingamacule alonto.
13. Indoda nganye iyazigcinela ezayo izikali? Ewe, indoda nganye izigcinela izikali zayo ekohlombeni layo.
14. Ezizixobo ziyagcinwa? pii! Indoda nganye iyazigcinela izixobo zayo zokulwa mhla lafa. Ziko ke ezizakomkulu zinikwa londeda ingenazixobo zokulwa. Ezo ke izixobo zigcinwa komkulu.
15. Zizipi izixobo zokulwa? Imikonto zizixobo zokulwa.
16. Amagqudu nawo.
17. Amakawu.

/18. Izapeta.....

s774

K11/40

18. Izapeta nentolo.
19. Imela nayo iyasetyenziswa.
20. Amazembe asemkosini nawo ayasetyenziswa.
21. Intlobo zazo nokusetyenziswa kwazo:- Imikonto:- Owokugala ludini, umsebenzi wawokukugwaza. Asingomkonto wakubinza kuba usisixwe-xwe, mkulu. Owesibini umkonto lizaka ngumkonto oneqoqo (ameva) oti ukuba ungene ibe yinqaba ukupuma, upuma nesihlanu ukupuma kwawo emtwini. Ngumkonto wokubinza, kuba ulula awunzima.

333  
334.

Owesitatu yingcola. Ingcola ngumkonto omtyibilizi, obukali paya pambili. Wenziwe kwangentsimbi, indawo yokubinza, ize isipato ibe sesomti, ekutiwa ukubizwa kwaso sisirayi. Nawo lo, ikwangumkonto wo-kubinza. Owesine lirwane, lo ngowokubinza nawo. Liyafana nodini ukusetyenziswa kwalo, unoluti olude olubazwe laluncinci, ukwenzela uba zeluba leke, xa kubinzwayo ngawo.

Indlela yokubinza:- Xa umkonto ubinzayo, ubanjwa pakati apa eutongan ize indoda iwupose pezulu, kwicala olunotshaba, iwojolisile, uti ke wona utyityimbe ukubheka emtwini, sowungasachaneki nokuba uzakubinza pina, usuke umzuze lowo umzuzayo afe. Akube ehlatyiwe kufuneka ati lo umchanileyo amrazule amtumbu, ukuze angabinaqungu.

Amabhunguza nenduku:- Ibhunguza yinto yokubeta umtu xa kuxetyenwe, nenduku neminqayi yokubetana. Asizonto bezingako paya emfazweni.

Into ebihamba nemikonto le yimipu yamatye. Lemipu izingxogxo ezinde ezenziwe ngamacule njengezikali ezi ukuba zinengcibi zazo. Xa ulwa ngawo ubungeva kusitwa indoda inxapile, kanti yinto yokuba lompu awuvumi kudubuleka, unzima, into eyenza notshoba lude lukwele, ulibele kukunyikanyika wona, uwuzama usala ukudubula. Amanishini ayo le mipu ibizintsinjana ezingxalwa ngelastokwe. Kanti ke xa ude wadubula koba zizo ezo chana utshaba bengekudanga nabo kuba asimpu ube uwasakono ukuhamba kwawo.

Amakaka wona enziwa ngesikumba senkomo, esiti sibetelelwé solulwe ngezi konkware sibe lugqoto. Kufunwa ke ingcibi ezakusikanda esosikumba, sibe ngamakawu amahlana. Kwenziwa ngesikumba senkunzi nokuba sesenkabi yenkomu, ingabi yimazi. Ikawu elomeleleyo lenziwa ngesikumba senkabi nokuba yinkunzi etybileyo, inganqini. Senziwa ngamacule la abantu abazisikayo. Amakawu asingawabantu abalwa bekwele ngabempi ekutiwa "lufele" abantu ke abayimikosi yenyawo. Ikawu

/linendawo.....

linendawo yokufaka imikonto, nendawo yokubamba eyenziwe ngomti. Pofu ekawini apa imikonto ibamibini nokuba mnye. Apo ihlala kona ihlala kwinto exwaywa apa emagxeni, ekutiwa likohlombe.

Ikohlombe lenziwa ngesikumba senkomo, situngwa kwazingcibi. Liba nomngxuma wokufaka izikali nokuba lishumi elinambini ufiše seletsho ngelo hlokondiba lezikali umfo emhlana.

Utolo nesareta lelusenziwa ngentsimbi lusenziwa ngabatwa ezona ngcibbi zalo. Inkomo ibitolwa ibulawe nglotolo. Amacule abengaposi bezisetyenziswa kufe abantu emfazweni. Lentsimbi yenza utolo iphiselwe mtini onje ngemzane, osuke ubazwe ngokoluti olu lomkonto. Ukoke umti ogoso onocingo oluwudibani sileyo ekubanjwa kuwo ke kutsalwe utolo, kutolwe ke. Kutiwa ukubizwa kwavo sisapeta. Ababatwa bebehala emaweni nasemiqolombeni besitya igqwaba, umti abawudla oku komvubo, bati njengabantu bemvula, batunyelwe mzini utile, ke apo bati bahlale kona, badle njengomtu wonke. Nave xa ufuna ukuba yimbeti nokuba yeotentonga, ubucela iyeza kubatwa bakuqapule kanti woba yimbeititi nencani njalo empini ngokubanzi. Umtu ngeloxesha ebesshlutshezwa efakwa zonke izilwanyana ezingcolileyo, ezinje ngengwe.

335

336. Imela noko emkosini ayingako, kuba uidini luko, into yokugwaza xa umtu engenene notshaba. Into efile isobenze yona imela, kukusika inyama, nazo zonke izinto ezifuna ukusikwa.

Izembe lemfażwe:- Izembe elalisetyenziswa ngabantu abamnyama xa besilwa, ibilizembe ekutiwa sisixengħe, izembe elenziwe ngesinyiti, zingcibi zesizwe. Xa kusiliwa ngalo kuyaxatyelwa, xa abantu besonde-lelere besilwa.

22. Amadoda la axoba ngokufanayo? Ewe, amadoda axoba ngohlobo olunye, akahluki kwindlela yawo yokuxoba.

23. Ayahlulwa amabuto xa kusiliwa? Amabuto okulwa ayaketwa yinkosi, lomabuto akokelwa zimbulambete (abapati mikosi). Amabuto la, aketwa ngokobuntanga, amaqela ngamaqela, ngokobudala bawo. Izixobo ke zona ziyaafana kuwc onke.

#### Ukucwangewiswa komkosi.

24. Ayacwangewiswa amadoda okulwa? Ewe, amadoda okulwa enziwa amabuto.

25. Ngokwendawo ahlala kuzo? Ewe, onyulwa ngokwendawo ahlala kuyo lomabandla.

/26. Ngoko.....

s774

K11/40

26. Ngoko buntanga? Ewe, ayonyulwa ngokobuntanga amabuto la.
27. Agetshulwa njani lamabuto? Emkosini wama Mfengu amabuto akabuye agetshulwe, enziwe imikosana.
- <sup>336</sup> 28. Amagama amabuto:- Iqela lokuqala lelincinci ekutiwa likaba. Likaba ke ngabafana abaselula. Emva kwekaba eli, ngabafana abasebe-qinile. Emva kwabo ngamadodana. Amadodana la ke ngamaqina. Emva kwawo ke libuto lokugqibela, amadoda amakulu.
29. Isinxibo:- Isinxibo ✕ samadoda emfazwe sisibeshu ekutiwa sisitobo, esenziwe ngofele lwenkomo olusukiweyo kakuhle lwatamba. Apa ngapambili luyacazwa lutu ngemva luyekwe lute baca nje. Akuko nto isisinxibo simbi ngapandle kwalonto.
30. Imiboniso yoburoti:- Imibonise yoburoti iko emkosini. Intshinga iyatwalwa entloko. Engalweni ungafika kufakwe imixaka yezinjo, lendlovu. Ezonto ke bezibonisa uburoti kulowo uyitweleyo okanye uyinxibileyo.
31. Ayafana amakawu ngebala? Amakawu akalilo bala linye. Angamabala ngamabala ngokwezikumba zenkomo.
32. Ikawu liyazotywa? Akukonto iqatywayo ekawini apa. Lisuka nje liqatywe ukulenza izihombiso.
33. Imbula mbete ziyonyulwa:- Imbulambete ngabapati bemikosi abanyu lwa yinkosi ngokwayo.
34. Bohlulwa njani? Abapati bemikosi bayahluka ebantwini apa, kuba umpati mkosi utwala isidlokolo sofele lengwe nokuba sesecelezi. Ukwe la ihasheelinebala eloti lahluke kwamanye apa. Ezizidlokolo ke, nalamanahshe anamabala zizo izinto ezenza ukuba abapati mikosi mabohluke omnye komnye.
- <sup>337</sup> 35. Babanabancedisi? Abapati mikosi babanabancedisi. Umpati wonyulelwa indoda engumpati mkosi omcinci, isekela lake. Ngapandle kwababancedisi akuko bapati bambi emkosini.
36. Intobeko nengqeqesho kubapati mikosi:- Abapati mikosi banikwa yonke imbeko nokusuka msinya akuxelwelwa ulovo nalowo.
37. Isohlwayo sokunganyaniseki:- Xa umtu ete wabenakalisa ukunganya niseki emkosini uyaroxiswa emkosini, adliwe yinkosi paya.
38. Isohlwayo sobugwala:- Igwala lohlwaywa ngendlela ngendlela, kub kwapaya emkosini lomtu uyatukwa anyenjwe, okwake ukutya kugalelw amanzi abandayo. Maxa wambi igwala liyahlatywa okanye liposwe iquku /kutiwe.....

kutiwe ufile kungatshiwo nokuba usele nje ngokuba amadoda afelemfa-zweni kuye kutiwe asele, akabuyenga. Utu adliwe nokudliwa yinkosi akufika ekaya.

39. Umvuzo wegora:- Iqaji lipiwa inkomo ezimbini nantatu ngokwezenzo zake zobukalipa. Ezinkomo uzinikwa yinkosi enkundleni ngoku kokuba imbongi iyinto epiwa inkomo komkulu. Imikonto (izikali) namsimi (umhlaba) otenyi kwabanye abantu. Lomhlaba kutiwa yimfunda ukubizwa kwawo. Imixaka eyenziwe ngezinyo lendlovu, iyanikwa kubantu abangamaroti, yinkosi komkulu.

40. Ukubonakalisa ubukalipa:- Ubukalipa emtwini bubonwa ngokuba indoda ingaze yabuya ngamva, iti nokuba kubi ingene ingaze yaroxa empini. Ungafika ke se itwele intshinge inxibe imixaka negama eli layo kusitiwa sisinxiba mxaka nesitwala ndwe igora elikulu.

41. Ingqeesho yemfazwe:- Kukubinza ngezi khali indoda ibenako ukubinza inyamakazi ibaleka. Ukugibisela ngesagweba, ukubeta ngomnqayi yingqeesho yemfazwe. Umguyo yinto efana nokutamba oku kwesiLungu kuba kombelwa ingoma yemfazwe, amagwatyu njalo nemiguyo, kusinwe ngamaqaji.

42. Uqeesho ekubalekeni:- Ewe, ukubaleka yinto eqeeshwayo ebantwi ni, ikakulu amadoda aqeeshuka ngokusukela inyamakazi. Ukutamba indawo yako itatwa kukusina oku, kuba inyawo ziya kunye, yonke into eyenziwayo ibeta kunye, nengalo ziposwe kunye xa kubinzwayo.

43. Ukulwa:- Abantu bayazilwela nje xa bebadala. Eyona ngqeesho kuxa abantu basengamakwenkwe, bemanane besenza amadabi ngengxabano.

44. Ukubinza ngomkonto:- Ukubinza ngomkonto kuyaqeeshwa, kuko noku binza inyamakazi njalo-njalo.

45. Ukucatsha (ukuzimela komkusi) Yinto ebisenziwa paya emiqolombeni, amadoda acatshe, aze ati wakugqita umkosi, alandele ngemva awombe lele, umkosi ewuvela ngemva.

46. Imfazwe pakati kwabantu abatile:- Amadabi yinto eninzi nebiqe-lekile pakati kwesizwe, kuhlale, kuhlale kudibane icala elitile nelite lesizwe, kubinzwanwe kupabaligazi kakubi. Nabantu ababini, yinto ebilula ukuba badibane baxomane, bejongwe nje, kungeko mtu unqandayo.

47. Amazwi okufunza impi:- "Pakati mabandla kabani kabani". Kubizwe ke inkosi le yawo nokuba ngumpakati welobuto. Kutiwa, "Oligwala "/makapindele.....

338

339.

339

340.

makapindele esiswini kunena", lihlatywe life nokufa igwala. Xa umiswayo umkosi, kutiwa, "Roxani, mabandla atile, tile". Abizwa ke yimbongi ngezicabelo zawo lomabandla.

Amalungiselelo emfazwe.

48. Abafazi nabantwana endaweni esindileyo:- Abafazi nabantwana xa kuzakuliwa imfazwe batunyelwa komkulu, kanti ke boti yakubonakala icala engakulo impi, babalekiswe ukusiwa kuzinyeliswa emahlatini nasemiqolombeni.
49. Kwenziwa ntoni neenkomo, nokudla, nempahla? Inkomo, nokudla, nempahla eyeyenye yabantu isiwa komkulu igcinwe, kanti kosatywa nayo xa abafazi nosapo basatyiswayo zisiwe paya emahlatini. Ukudla okusala emakaya koko kuseziseleni.
50. Ukuselo lemizi:- Akuko nkuselo yenziwayo elalini, ngapandle kokuba impahla zisiwa komkulu nje, ziyekugcinwa ndweni nye.
51. Indlela ziyanayangwa? Ewe, indlela zokuhamba ziyanayangwa, ngamaggira akomkulu.
52. Liyaxeletwa utshaba ixesha lokulwa? Ewe, utshaba luyaxeletwa, ukuba malulunge, kutiwe, "Ndakuwela ngesiziba" okokukuti, andikuza ngandilela-ndoza ngokulwa.
53. Kuko bantu batunywayo? Bakoabantu abatunywayo yinkosi, ukuya kuxela ukuba kuzakulwa. Akukonto isiwayo yakwenza bungqina, zizitunywa zemfazwe, akukonto benziwa yona, abanatyala, abenzanga nto.
54. Kubako zingxoxo? Ingxoxo ngamaxeshwa emfazwe, iqutywa ngekutumela izitunywa ezitunywa yinkosi. Kanti ke kobekwa, ngelotuba alkuliwa kuba ngamatuba engxoxo.
55. Intola pokuhamba elizweni:- Xa sekusiliwa intola zibako ezifune funana nezinto ezicebekayo ezizwensi ezimeleneyo.
56. Babakona onogada? Onogada, ekutiwa ngonobomisela, bayakutshwa yakuqala imfazwe.
57. Zixelwa njani indaba? Ngokwesi Xosa indaba zihamba ngokukutshwe kwendoda elikalipa, itunywe yinkosi njengesitunywa.
58. Kubako imiqondiso? Akuko miqondiso isetyenziswayo esi Xoseni.
59. Kuko imililo? Akuko mililo ngapandle kwemililo ebaselwa ukumisela umkosi ngamayeza. (ukunyanga).
60. Umsi? Umsi wona yiyananto isebeenza ukutyafisa elacala. Yinto efika idale ukuciteka komzi ngexesha loxolo, kanti ngexesha

/lemfazwe.....

lemfazwe inyange utshaba ukulutotisa.

61. Imiqondiso:- Ewe, imiqondiso iko xa kusiliwa, kuba ati amadoda xa esiya emfazweni kuggite ingqanga ingqale elutshabeni, lonto itela uba utshaba lakoyiswa, kanti uba ivela ngaselutshabeni igqite kubo itsheke itela uba bayakoyisiwa mababuye umva. Kanti ke enye indlela izitunywa zikona xa kuko imfazwe ezipuma kwelinye icala zitunywe kwelinye.

341

342.

62. Kuko imiqondiso efihlakaleyo? Ezinto ezenziwayo emfazweni ziko zona pakwati kwabapati bomkosi zenziwa ngendlela ngendlela ezipantsi ezaziwa ngabo bazanayo.

63. Akona amazwi okuggita pakati kotshaba? Amagama okuggita xa umtu efika elutshabeni ukupakamisa isandla ati, "Ndingowasekaya" okanye "Ondilwi".

64. Imikwazo yemfazwe:- Intlaba mkosi yenziwa ngabafazi, kutiwe, "Iwu!" Ilizwe lifile!" Wayekela, ihlangene ngazo e Nciba!" Amagora ahamba ekwaza esiti, "Tshi!" okanye esenza neminye imikwazo.

#### Amalungiselelo emfazwe.

65. Uzipata njani umkosi? Umkosi pakati kwemfazwe kufuneka utobele imiteto, nemimiselo yabapati, amadoda kufuneka atobele, ~~na~~ angawasa-zeli.

66. Ahamba njani amadoda? Xa kuhanjwayo, kuhanjwa ndawonye, kuguywe ngamadoda abe libubu.

67. Alala njani? Kuti ngokuhlwa kubeko amadoda angamasentile, asoloko egcine ukuza kotshaba. Wona ke, akalali konke. Amadoda emfazwe, alala pandle, abe zizigcuma ngezicuma, ezisoloko zilinde ukuhlatywa komkosi. Kulalwa nje gilili, pandle komkulu apa ngamadoda kungeko ntc yandlelwego.

68. Izinto ezingenziwayo ngexesha lemfazwe:- Izinto ezingenziwayo ngexesha lemfazwe kukwambata ebinqeni. Indoda, akufuneki yembate ebinqeni. Kuko izinto ezingatyiwayo ngamadoda nasenyameni apa. Itumbu, nempundu azidliwa ngabantu abatsha, ngexesha, lemfazwe amatanga ke wona akatyiwa, ngapandle kokuba kekucilwe kuqala ludodana.

342

343.

69. Bapata ntoni? Izinto ezazipatwa ekulalwa ngazo zingega, oko kukuti ufele lwenkonyana yenkomu. Akuko nto ingumpako yayipatwa, kuba bekusuka kubanjwe nokuba yibokwe paya ~~z~~ endle, ihlinzwe ijojiwe, ipekwe ngokwasemkosini, ngendlela ezikaulezayo.

/70. Zibangapi.....

70. Zibangapi izintlu? Izintlu emkosini yiyona ndlela kwensiwa ngayo. Kubako izintlu ezintatu ezipetwe ngabapati mkosi zontatu. Olunye x uluhlu lubapakati, olunye lube secaleni, nolunye kwelinje icala. Kuti ke kwezizintlu kubeko amahlelo amabini, nangapezulu.
71. Zikona intlaselo ebusuku? Ewe, ngamanye amaxesha, kubako intlaselo zobusuku ekuzeni kokusa.
72. Ikona imfazwe yasemini? Imfazwe iliwa emini kubonwana, ilanga lihlabo umhlabo.
73. Kulwelwa ematafeni? Ewe, imihlabo ekulwelwa kuyo ngamatafa, indawo ezite tabalala.
74. Akona amaqubulo? Amaqubulo ngexesha lempezwe aqelekile.
75. Xa ku qutuylwa isizwe:- Xa kuqutuylwa isizwe, kuzingelwa emasimini, kuze kutunyelwe amatutu aye kuvulela inkomo emakaya. Amadoda ke apuma asukeie ke lomatutu, aze ade aye kufika paya emkosini apo, ati ahlaselwe ngamandla.
76. Indlela yokumisa umkosi kwimfazwe ezimisiweyo:- Kutunywa isijoli, kuqala kutiwa maze sixele ukuba kwakuhi langwana kwizibuko elitile. Kuza kukutshwa amabandla atile ukuba aye kuvingca lomazibuko kwelinje icala. Lizakuti ke elacala lenze amaziko paya ligqite liye limise ndaweni yimbi. Akulungiselelwana apo, kuti kwakuviwa ngomfazi selewuhlabo umkosi, kusekubalekwa ngamadoda esiya kweocala, zingoze apo.
- ~~343~~  
~~344~~. 77. Umkosi uhamba ndawonye? Ewe, xa umkosi usiya empini, uhambu ulibubu, inquma elikulu ekutiwa libandla. Lomabandla ke, anabapati bawo.
78. Umiswa njani umkosi? Amapiko amabini, anebandla elipakati, yiyona ndlela yokumisa umkosi.
79. Bakona abalandeli? Ewe, abantu abalandela ngemva bakona, amaxego aseleqinile.
80. Umkosi wenza uludwe? Ewe, xa umkosi uhlasela, wenza uludwe, ungangeni unqumbene.
81. Kugala kuhlangane amaqaji? Ewe, kuyenzeka ukusuka kreqaji, nokuba mabini, ahlangane namabini ~~sim~~ eliyacala, kanti ke emva kokuba eruqulene, woti umkosi wonke ngoku utyikityane.
82. Ibapi inkosi ngelixesha? Inkosi ngokwayo ayiyi mpela emfazweni, igcinwa ngamadoda atile amane eyisabisa xa kusondela imfazwe. Umpati

E /mkosi.....

mkosi yena uba pambili awakuze ngokwake amadoda epaya pambili. Ngamanye amaxesha uti abepaya emva, kanti ke unantu amjongsileyo, oliliso lake apo empini.

83. Xa kufunzwa kwenziza imiqondiso? Xa kufunzwayo, kufunzwa ngo-

- ~~344~~. mlomo ngumpati mkosi ati, "Pakati zinkomo zikabani, mhlawumbi, Mabantla akwabani."

84. Kuti cwaka xa kusiliwa? Xa kusiliwa kutiwa cwaka, ngapandle kokuba umane usiva kukuzwa, kusitiwa, "Hi! Hi! Hi!" xa kusiwa abantu Akubiko ngxolo ngapandle kwalowo nalowo untyontyayo.

85. Angoma:- Ingoma zemfazwe yiyonanto yombelwayo. Nanga amazwi azo:- Uyamzonda undlela, uNdlela ngo ka bani. Umzondelani uNdlela ngoka bani! Enye ngu "Magwaza" yemagwaza, Magwaza ye hehe. Enye "ligwatyu" Enye iti, "Yahlula abantu bako Nkosi, uzungavumi nabo". Enye iti, "Uyingwe leyo yingwanemfutshane, nanko ke uyahlasela - Au-Au ji, au-au!"

86. Ingxwelera nezidumbu:- Izidumbu zotshaba nabangxweleriweyo, batatwa kwa ngoko ukubhekiswa ngemva ngamawabo.

87. Ziyatatwa izidumbu zotshaba? Ezotshaba izidumbu zitatwa ngamawabo, kanti ukuba utshaba luyabaleka, amane amadoda ezihlaba, ezirazula ezozidumbu zotshaba.

88. Kukona ndawo zitatwayo kwabafileyo nabenzakeleyo? Izidumbu zotshaba xa lubalekile lwazishiya, ziqaqangqululwa, zishiywe apo, ukuze abagwazi bangabinaqungu.

89. Kwenziwa amayaza? Ngantoni? Amaggira atata intloko ezi, ayokusbenzela amayeza awo enze isihlambezo.

Ubugqi nezinto ezinqabileyo.

90. Yintoni eyenziwayo nengenziwa ngamadoda emkosi? Pambi kokuya emkosini amadoda ahlamba ngentelezi, eyenziwa embiza ngamaggira.

- ~~345~~  
~~346~~. Lomaggira ke ngabantu abangafuni nto zingcolileyo, abangafuni milaza Umtu otshatyelwe ngumtwana nokuba ngumfazi, akufuneki awapate amayez omkosi. Xa sekutiwe lifile, akuseko ndoda inokube idibane namabhina qaga kuba iyakutamba. Ekudleni, ziko izinto ezingadliwayo ngamadoda ezinje ngempundu netumbu. Akudliwa nto zitambileyo. Umtu opakayo kufuneka ibe ngumfazi ongasayiyo exesheni (isifo senyanga).

91. Xa sekusiliwa:- Xa sekusemkosini sekusiliwa, amadoda emfazwe enza kanye ezizinto zixeliweyo kulombuzo ungasentla. Agcine kanye /lemiteto.....

s774

K11/40

lemiteto, nalemimiselo, ukuze aqine elutshabeni.

92. Xa ebuyile:- Emva kokubuya emfazweni amadoda akufuneki aye ezindlwini zaho, ahlala komkulu paya alale kona. Ukuzila kona akasa yi kukuyeka ide ibe imfazwe ipele mpela.

93. Kufuneka bazipate njani abafazi nabantwana? Logama amadoda asemkosini, abafazi kufuneka bazipate kakuhle, bangarexezi mpela ba-besenzileni, nabantwana bazipate kakuhle. Kufuneka kungatshayelwa ezindlwini xa amadoda emkayo ukuya empini, nje ngokuba isisitete eso akufuneki zitata zemililo ezindlwini kwa kuhlwa.

346  
347.

94. Uyanyangwa umkosi xa uzakupuma? Ewe, umkosi uyanyangwa wonke pambi kokuba uhambe. Unyangwa litola, liwubile. Amadoda ahlamba ngentelezi, ebazimbiza ezenziwe litola elo, igqira lomkosi. Ngeli-nye ixesha itola liya emlanjeni kunye nomkosi. Umkosi ubekwa kwicala elingeantsi iyeza ligcwayelwe ngentla sisanuse. Ati ke amadoda lawo ahlambe ekwelocala lingezantsi liya iyeza.

95. Inte epatwayo emfazweni zekubeko uloyiso:- Inte epatwayo emfazweni zekubeko uloyiso ngamayeza:- Intelezi, nemfingwane.

96. Xa indoda yomkosi ibulele utshaba:- Xa indoda yomkosi ibulele enye yotshaba, kufuneka iyiqangqulule ikupe iqungu. Yoti ke yaku-fika ekaya igajiswe ukuze lipume mpela iqungu elo.

97. Abafileyo kwenziwa amayeza ngabo? Njengokuba seke satsho, izanuse zitata intloko ezi zotshaba zenze izihlambezo ngazo. Akuko yeza likoyo lenziwayo ngezidumbu zotshaba.

#### Ingoma nemixhentso.

98. Zikona ingoma zemfazwe:- Ewe, zikona ingoma zemfazwe ezombelwa xa lifile kupela.

99. Imixentso yemfazwe:- Ikona nemixhentso yemfazwe, xa kuxhentswa umxentso wemfazwe, amadoda enza isangqa epetimikonto namakaka kwa nenduku. Kuti ke kombelwe ingoma eti, "Masiye enkumandeni, apo ilizwe lafela kona." okanye eti, "Yeho, xelelani amakosi izwe lafa, nomkosi uzakufa." Ungafika sekuquma utuli kuba inyawo ziyakhandwa pantsi ngamandla, zisuke kunye zibe ziwe kunye.

347  
348.

100. Ikona imikazo yemfazwe? Imkwazo yasemfazweni iyafana jikelele kulo lonke uhlanga akuko mahluko ukoyo pakati kwamabuto ohlanga olunye. Apo yohluka kona kupakati kolunye uhlanga nolunye olusesi-nye isizwe.

/Inqaba.....

Inqaba namakusolo emfazwe.

101. Zazisakiwa inqaba zokuzimela? KwaXosa, kwa kungeko nto yaziwayo ngokwaka inqaba zokuzimela, inqaba yomtu omnyama ngumqolomba nehlati, amawa, nemixawuka.
102. Kuketwa umhlaba onjani? Sesite inqaba zazingeko kwa Xosa, ngo-ko ke akuko nto yamhlaba uteni, uketwayo.
103. Zakiwa njani? Azizange zibeko kuti inqaba. Into ebide yenziwe kukufuna amatye asicaba okuwala ucango lomqolomba.
104. Ebefunyanwa pi amanzi? Amanzi ebefunyanwa emlanjeni, kuba kalku amawa nemiqolomba kakade ngokwendalo amelene nendawo ezinamanzi paya endle.
105. Bekuko ukutya okugcinwa apo? Ewe, emiqolbeni apo kuzinyelwa kona, bekubako ukutya okudinjazwe eziseleni, amazimba nombona. Ibo-kwe ke zona negusha bezisuke zihlinzwe, zingene seziyinyama, kutyiwe
106. Basoloko behlala apo abantu? Abantu bebehlala apo emiqolbeni xa besabile, lide lixole ilizwe.
107. Bezingeniswa inkomo? Inkomo bezingangeniswa zona emiqolbeni, bezihlala emahlatini zaluswe ngamadodana atile, kanti ke komaka kucatshulwa kuzo xa kuxelwayo.
108. Zihlaselwa njani inqaba? Inqaba ezi bezihlaselwa ebusuku ngama. <sup>348</sup>  
348. tutu ati abulale nabantu abazolusileyo, kwakunye nalomadoda ate aya kuhlangula. Ubuti ke wakuhlatywa umkosi nangobusuku kanti lokeleka ke iviti, zinqoze kwa oko.
109. Inqaba zibasemhlabeni onjani? Inqaba zokuzimela umkosi ziba kumhlaba osemdeni, umhlaba ongenguwo lo wabo, owenyi nkosi. Kaloku, xa kusiyiwa enqabeni, zeké kusatya ngumkosi, ubaleka. Nabo ke basukelayo abanako ukuggita baye kungqinga abantu enqapeni, ekwelinye ilizwe yokuzimela yotshaba. Ayenziwa lonto.
110. Ukungqingwa kwendawo yokuzimela kutata ixesha slingakanani?  
Ukungqingwa kwendawo yokuzimela yesizwe, asiyonto ikoyo. Ayizange ibeko kuti babo.
- Ukuxola kwelizwe.
111. Ababanjwa bayatinjwa? Ewe, ababanjwa, okokukuti abantu abate batinjwa babanga bakomkulu. Babe ngonyana nentombi zenkosi. Elinye igama ababizwa ngalo kutiwa, (ngamatikita.)
112. Benziwan? Bayabulawa? Bayakululwa? Ababantu batinjiweyo /bagcinwa.....

bagcinwa komkulu ibe babantwana bakomkulu, kutiwe ke xa kutetwa, inkosi izele emini. Bahlala komkulu bade babe ngabantu abangabemi belozwe. Ekuhambeni kwexesha bade bapiwe namaxowa okuhlala, bafane nabanye abantu bonke.

113. Bagcinwa nje ngabameli? Hayi, abatinjwa abagcinwa njengabameli bangabantwana benkosi, kuba inkosi izalemini.

349  
350.

114. Abafazi abatshatileyo? Ewe, bayenda abafazi babantu abatinjiweyo.

115. Bayatshintshisa abatinjwa? Hayi, abatinjwa abatshintshisi nje ngenkomo, bapatwa kakuhle bagcinwe ngentlonelo, kuba bangabantu.

116. Itini imfazwe ze ipele? Ngokwesiqelo ibiti imfazwe ize ipele, utshaba lutshise ibotwe lenkosi enkulu, iti ke inkosi isabe, libe lixolile ke.

117. Kukoyiswa kwelinye icala? Ukweyiswa kwelinye icala k akusiso sigqibo nesipelo semfazwe. Into exela ukupela kwemfazwe kukutshiswa kwe Botwe eliye.

118. Ipeliswa kukufa kwabantu abaninzi Macala omabini? Ukufa kwabantu abaninzi Macala omabini asinto ide ipelise imfazwe, nokuba aku-fanga bantu xa ibotwe litshisiwe, imfazwe iyapela.

119. Ipeliswa kukufa kwenkosi? Inkosi ayinako ukubulawa emfazweni kuba isoloko ikuselwe. Iti xa kukubi isatyiswe x iye kuzinyeliswa<sup>i</sup> ngabantu abayigcinileyo kuba kakade inkosi yona ayiyi konke emfazweni Ngokwesiko kufa induna zeka kutiwe kufe inkosi.

120. Kukutnjwa kwenkomo? Ukutnjwa kwenkomo kukupela kwemfazwe, kuba abantu bayazinikela.

121. Kukumoshwa kwamasimi? Hayi, ukuzinikela kwetu kukutshiswa kwe Botwe. Ezinye izinto ezi zingenze ka, kanti lonto ayimki bungqina ba kuba imfazwe ipelile. Izisele ziyadinjazwa umbona, amasimi, adli-swa ngamahashe.

350  
351.

122. Kuyaliwa xa kuhlakulwa? Ewe, x xa kuliwayo akuko kulime naku-hlakula, nokuba sekufike ixesha lokuhlakula, ukulwa akupeli, de kutshiswe ibotwe lenkosi.

123. Ipeliswa kukunqaba kokudla? Ukupela kokudla akupelisi mfazwe, kuba intsenge, namagontsi kukudla, nenyama zebokwe, nezinye izinto ezininzi.

/124. Izizatu.....

124. Izizatu zoxolo:- Xa kutshe ibotwe lakomkulu luyenziwa uxolo, kanti maxa lite elinye icala leyiswa liyazinikela limise ilapu oko kuti, licele uxolo. Ngelinye ixesha bati xa bebulewe kakulu abalinye icala basale bembalwa bacele uxolo, babone uba boyisakele amandla apelile kubo.
125. Uyatinqwa umhlaba? Umhlaba uyatinjwa, ngokududulwa kwebantu bawo yimpi, bati baye bebhekela paya, de bawushiye.
126. Ukohlutwa komhlaba ngentimbo:- Senditshilo kulombuzo we 125. Impendulo yalombuzo iyafana.
127. Ukutiniwa kwamakoboka:- Abo bantu batinqwe xa kusiliwa kutiwa ngabantwana benkosi akuko makoboka ngokwetu.
128. Ukutiniwa kwenkomo:- Inkomo zona ezitinjweyo xa kusiliwa zeza-komkulu. Kutiwa ukubizwa kwazo lixoba lakomkulu. Eti ke inkosi leyo ipe induna ezitandayo zisale ke komkulu.
129. Ukutiniwa kwentombi kwicala eloyisiweyo:- Intombi ezitinjiweyo zezakomkulu zibizwa ngoba ngamakosazana, intombi zakomkulu.
130. Lenziwa njani uxolo? Uxolo lokupela kwemfazwe kwa Xosa luqalele paya ekutsheni kwe botwe, kuba ko ke aba cweqwayo ukuya enduneni uba 351  
352. ibase komkulu enkosini.
131. Ngubani umtu otetela inxolazwe? Uxolo alutetelwa mtu ngapandle kwenkosi, nazo azixoxi kunye, kusuke nje kutunywe izitunywa. Kukutshwa inkabi yenkomo yoxolo. Kodwa ezo zinto zitiniweyo azibisapi ndiswa.
132. Ziyahlangana ngokwazo inkosi? Inkosi kwa Xosa azidibani ngants Ziyisebenza ngokutumela izijoli, yonke imicimbi epakati kwazo.
133. Zibako izicengo? Akubiko zicengo, ngapandle koba bazinikele ngokuti bakupe inkabi yenkomo etyebileyo yoxolo.
134. Kwanziwani kutetwe ntoni emva koxolo? Emva koxolo inkosi iti ibulele abantu bayo, ibahlinzele itete nabantu bayo abavela empini.
135. Ukubonakalisa uxolo:- Into ebonisa uba unutshaba bupelile, kukuti kuqale kuhanjelwane zizizwe. Maxa wambi ke inkosi eyoyisiweyc yoti icele inkomo nokuba zinkomo, kwenye, isuke izipiwe yinkosi, kube yinto emnandi.
136. Amadini okubingelela:- Kuxhelwa inkomo yokunqula izinyanya paya komkulu, kudunyiswe abo bafo baseleyo emfazweni, oko kukuti abafele-mfazweni.

/137. Umboniso.....

~~352.~~ 137. Umboniso wokubekwa kwezixobo:- Ukubekwa pantsi kwezixobo, kuboniswa lamhla kwatshiswa ibotwe lenkosi. Ke yona lonkosi yoyisiweyo, iklamba abayoabantu iqungu kwakuba izixobo zibekiwe endlwini yazo.

~~353.~~

28. Ubukolwa. Umpefumlo.

1. Igama lawo:- Igama lompefumlo linye leli lokuba ngumpefumlo. Ngapaya koko umpefumlo ngu moyo owapefumlelwa umtu ngu Tixo endalweni yokudalwa komtu.
2. Umtu opilileyo anfake angabinawo umpefumlo:- Hayi, umtu opili-leyo akanako ukungabinawo umpefumlo.
3. Umtu unemipefumlo engapezu komnye? Hayi, umtu akanako ukuba nemipefumlo emininzi. Umpefumlo womtu mnye qha.
4. Kukolelwa uba unjani umpefumlo? Umpefumlo womtu ukoletwa ukuba ungu moyo owapefumlelwa umtu endalen ka Tixo. Yinto eti ukujongeka kwayo icingelwe njengomoyanje qha.
5. Ungena nini emzimbeni? Umpefumlo womtu ungena engekazalwa. Uti kanti unina lo epefumla nje upefumlela nomtwana wake lo usesiswini.
6. Umpefumlo upuma xa efile umtu? Umpefumlo womtu upuma kwangoko akuba efile. Umtu xa elele uyapefumla, akapumi mpefumlo.
7. Umpefumlo unfabonwa okanye uviwe? Umpefumlo womtu awubonwa nge-liso. Uyaviwa nje ngendlebe xa upumayo emtwini.
8. Umpefumlo umile niani? Umpefumlo ungu moyo, ngoko ke awubonakali unasimo siteni, ngumoya nje.
9. Ubonakala xa umtu epupa okanye enxilile? Hayi, akuko mpefumlo uke ubonakale nasema pupeni, nokuba umtu selenxililena awubonwa.
- ~~353.~~ 10. Umpefumlo womtu unako ukungena esilweni? Umpefumlo womtu awunako ukungena esilweni.
11. Ikona imipefumlo ezilwanyaneni, emitini, ematyeni:- Izilwanya-na zonke zinawo umpefumlo, ziya pefumla. Imiti, nemilambo, namatye ayipefumlu.
12. Emveni kota umtu efile, umpefumlo uyatshabalala? Akuba umtu efile umpefumlo awutshabalali, ubaselugcinweni lika Tixo. Uyapila ngclohlolo.
13. Uyapi? Umpefumlo womtu akuba efile, uya eHadesi, kwelabafileyo, kwilizwe lokulinde umhla wongwebo.
14. Uhlala intlalo enjani? Umpefumlo womtu wakuba upumile emtwini,

/uhlala.....

- uhlala intlalo entle, yokulinda umhla womgwebo. Kuxa umtu ebengumon ekuti umpefumlo wake uhlale uxalile, uxalile umhla womgwebo.
15. Umtu unako ukuteta nezinyanya? Umtu unako ukuteta nokucetyiswa zizinyanya zakowabo, apiliswe ngamatongo izinto azixeelwa ngamatong emapupeni elele.
16. Ziyatya okanye zisele izinyanya? Ewe, izinyanya ziyatya, zisele, uti umtu nokuba uyadla nokuba uyasela, ukuze x iwe lonto okanye iciteke, kutiwe ibizwe zizinyanya. Iyayekwa ke ngulowo ebesitya okanye esela, akolelwe oko kuba idliwe okanye iselwe zizinyanya zakowabo.
17. Ziyondliwa, zikonzwe ngabasapilileyo? Ewe, izinyanya ezi, ziyo ndliwa, zikonzwe ngabasapilileyo.
18. Uke ukatazeke umpefumlo xa umtu selefile? Hayi bo, umpefumlo womtu osebefile awukatazeki, nokuba uncwatywe njanina. Kaloku umtu oselefile akazinto, akaseva nto.
19. Xa izinyanya zingakoliswa:- Ewe, ukuba izinyanya aziputwywa ngendlela, azikoliswa konakala izinto ezininzi emzini, nempilo zinge mi ngendlela kolosapo lalomzi.
20. Xana zilityelwe:- Ukuba umtu ulibele ukuzilungiselela izinya, akulungi apo emzini wake. Izinyanya ezi kufuneka zitotyelwe luluntu.
21. Umpefumlo <sup>m</sup>womtu uvabuyela komnye? Umpefumlo womtu ofileyo awubuyi ukomnye, asinto yaka yako leyo.
22. Ikona indawo eyakuyo imipefumlo? Ewe, iko indawo eya kuyo yonke imipefumlo yabantu abafileyo, emva kokuba ifile.
23. Ipi londawo? pantsi komhlaba? Lendawo iya kuyo imipefumlo emva kokuba ifile iya pantsi komhlaba apo ke kusemlindweni, apo kulindwa umhla omkulu womgwebo.
24. Bahleli ubomi obunjani? Ababantu basembindweni eHadesi bafana nabantu abafileyc, abangazi nto, yimimoya nje ehleliyo apo eselilidels umhla wo womgwebo. Apo bahleli abalambi, abadli bahleli nje apo bonwabile.
25. Ikona x ebhetele kuneminye? Imipefumlo yabantu ayifani. Eminye ikudidi olungentla kuneminye, njengokuba nabantu bayo bebefe beshiyana ngokulunga nokungalungi.
26. Bohlwaywa ngenkohlakalo abantu? Ewe, ngenkohlakalo umtu uyohlwaywa kanti ngo bulungiswa x uyavuzwa.

/27. Itini.....

355  
356.

27. Itini yona imipefumlo yentsana? Imipefumlo yentsana iti yakupuma iye kwasemlindweni apo. Koti ngomhla womgwebo igwetyelwe iye ezulwini kuba yimipefumlo yabantwana abangekenzi zono leyo.
28. Eyabantwana? Neyabantwana imipefumlo iya kwasemlindweni, apo yoti ilindele umhla womgwebo kona.
29. Eyamawele? Neyamawele imipefumlo iya kwa semlindweni.
30. Eyabantu abangalukanga? Eyabantu abangalukanfa imipefumlo iya emlindweni nayo.
31. Eyabantu abafe bezala? Imipefumlo yabantu abafe bebeleka iya emlindweni.
32. Eyamazeza? Eyamazeza nabashiyewe yingqondo, iya kwasemlindweni.
33. Eyamasoka? Iya emlindweni neyamasoka.
34. Eyabantu abafele emfazweni? Eyabafele emfazweni nayo ≠ iya emlindweni.
35. Eyabantu abatshonileyo nabatshileyo? Abaraxwe emlanjeni nbatshileyo iya emlindweni.
36. Abangangcwatywanga kakuhle? Nabo abebangangcwatywanga kakuhle baya emlindweni.
37. Amakosi? Nayo imipefumlo yamakosi iya ≠ emlindweni.
38. Abantu abamnyama? Nemipefumlo yabantu nje abamnyama iya emlindweni.
39. Amakoboka? Kwa neyamakoboka imipefumlo iya emlindweni. Yonke lomipefumlo ihlala apa emlindweni, ilindele umhla omkulu womgwebo, ayakuti umtu ngamnye agwetywe ngokwemi sebenzi yake aye ke apo ebe-sebenzela kona.
40. Abafileyo bayazifuna izicaka, izinja, nezixolo? Abafileyo abafuni zinja, nazicaka, namikonto. Into eti akuba umnumzana efile ingcwatywe naye, zingkowa zake zebokwe, inqawa necuba nedosha, icepenesitya sake, imixaka kwane zinto zake ezizimbi. Ingubo zake ke zona umnumzana utandelwa ngazo, angcwatywe ngazo.
41. Ezinto zingcwatywa naye? Ewe, ezizinto umtu ungcwatywa nazo, ngapandle kvezinto ezinge nako ukungcwatywa naye.
42. Ezinye umana eziselwa? Hayi bo, xa kute kwaggitywa ukugcwaba, akupindwa kumbiwe. Akuko zinto zenziwayo edlakeni ngapandle kokuba kumana kubekwa amahlahla amatsha, akoma lawa ebebekwe tanci.

Ikuqubuda kwizinyanya.

/43. Izinyanya.....

s774

K11/40

43. Izinyanya zinomdla kwizinto ezenziwa ngabantu? Ewe, izinyanya zinomdla kwizinto ezenziwayo ngabantu abasapilileyo (isizukulwana).
44. Ziyabakusela? Ewe, izinyanya ngabakuseli babantu abati ngelinye ixesha abantu uve kusitiwa ngomnye, "Namhlanje, ndisindiswe zizinyanya zako wetu."
45. Bayayitumela imvula? Hayi, imvula siyinqula ku Nkulunkulu, uSognini-nanini uSomandla, umdali wako konke. Ayibuswa kwizinyanya yona.
46. Zenza indyebo? Hayi, izinyanya azinanto yokwenza nemvula nendyebo. Indyebo siyipiwa ngu Tixo.
47. Zikusela wonke umtu? Izinyanya zikusela wonke ubani, aziketi mtu wesosizukulwana sodwa, okanye osisizukulwana sakubo kupela, wonke ubani uyanqula akuselwe.
48. Zilindelwe ukubhatalwa ngantoni? Into ezibulelwa ngayo izinyanya kukuxhelwa kwenkomo kwenziwe ideni, kunqulwe, kusilwe nendywala kube sisiwili-wili nje, kunqulwe izinyanya.
49. Ziyatshikila izinyanya xa zinganqulwa? Njani? Ewe, ukuba izinyanya azinqulwa, akulungi. Zisuka zitshikile, zidale amashwangusha emzini apa, kufa abantu, abantwana, kwanempahla kanti namasimi aka-lungi koba butyubutyu kuyo yonke into ngekaya eli. Unobangela ke mnye, izinyanya azilungiswanga, "amawabo".
50. Ziyakudala ukufa, imbalela, namashwa? Ewe, ziyakudala ukufa kulomzi. Imbalela noko yona asinto idalwa zizo, kodwa wona amashwangusha adaleka kakulu, xa abantu bengazenzi imfanelo zabo kwizinyanya.
51. Kubonakala niani xa izinyanya zigumbile? Kuti ukuze kuqondakale ukuba izinyanya ezi azixolanga, zinomsindo, kubonakale ngokonakala kwezinto ezininzi apa emzini kube bububutyu-butyu kwizonto zonke zekaya.
52. Zixoliswa njani? Xa izinyanya zixabene kuyanqulwa kutandazwe zona, kupalazwe igazi, kubizwe, kunqulwe nasenkosini. Indywala ziysilwa kuselwe ke. Igazi eli lipalazelwa ukuba batye abantu abakulu, bacanyagushwe.
53. Zisoloko zinqulwa izinyanya? Izinyanya azisoloko zinqulwa. Kunqulwa xa kukubi nje ngamaxa kuyiwa emfazweni, naxa kutatwa uhambo olunengozi nokuba kuxa umtu ekuyipina imeko enzima.
54. Kucanyagushelwa pi? Njani? Idini lokunqula izinyanya yinto eyenzelwa kulomzi, ebuhlanti paya, Indlela yokunqula kukucamagusha, /umtu.....

357  
358.

358.

- umtu ati, "Camagu". atsho ke abize bonke abantu abafayo bakowabo.
55. Kunqula bani? Oyena mtu utetayo (ukunqula) yinkosi yesizwe.
56. Ngasipi isizatu? Xa kugula umtu, uye kumbona, ufiqe unqile izinyanya zakowabo. Lento ikolisa ukwenziwa yinkosi. Xa kuza kuyiwa, emfazweni, kuyanqulwa kakulu, kusetyenzelwa ukuba imambane zeziqine. Xa libalele ilanga, inkosi ibiza isizwe sayo, kusinwe komkulu, kuvunywe ingoma zemiguyo ✕ yempi, kunqulwe, kubingelwelwe, isuke ine imvula
57. Kangapi ngonyaka? Idini alenziwa ngamaxeha ateni enyakeni. Into ekoyo kuti ngeloxeha umtu aqondayo ukuba liyafuneka ukuba malenziwe, asuke alenze, abingelele.
58. Xesha lipi? Ixesha lokwenza idini kusemalanga xa ilanga lijiki-leyo, lishenxileyo ezintloko apa.
59. Kuko ndawo lenzelwa kuyo? Indawo elenzelwa kuyo idini kusebu-hlanti paya.
60. Lilungiselelo njani? Kubanjwa inkomo, ihlatywe apa esiswini ngomkonto ukuze ike ikhale. Kuti ke ngoku ikalayo, kunqulwe ke, kubizwe okoko abafayo. Umtu lo ufayo, usiwa esangweni lobuhlanti.
- <sup>359</sup>  
360. Utu ke umguli anxibe umhlehlo entanyeni, afake inyongo entloko, kanti ke inkolo yeokuba wopila kunqulwe amawabo nje.
61. Kwenziwa malungiselelo mani? Xa kuzakwenziwa amadini, kubikelwa inkosi, kuzeke kusilwe, utywala kucelwe enkosini imvume yokusila. Emalanga ke kuyaxhelwa (elona xesha ke kunqulwa ngalo).
62. Kongamela bani? Umtu owongamela idini eli, ligqira elibiziweyo ngumninimzi lowo ugulelwayo.
63. Utini okanye wenza ntoni? Into eyenziwa ligqira kukunyanga isifesi, nalapo sisukela kona. Liqale ke elinye lombele, livumise kanjalc kanti ke imihlola izakulibonisa into agula yiyo umtu wasemzini. Liyanangake nokunyanga ekaya apa.
64. Ngabapi abanye abantu abatata inxaxheba? Abanye abantu ✕ abatata inxaxheba edinini ngamadoda amakulu omzi, ekutiwa ukubizwa kwabo yimilowo.
65. Kuko bantu bangafunekyo:- Akuko bantu bangafunekyo edinimi, wonke umtu otandayo ubako. Alinantu ulizilayo idini. Abantu abangasondeliyo nabangalenziyo idini ngama Kristu.
66. Umtu ngamnye uyacamagusha, angule? Ewe, umtu ngamnye uyacamagusha, angule kwizinyanya.

s774

K11/ 40

67. Lento inabantu bayiqubayo? Ngobani? Ewe, ukwenza idini nokunqula kwizinyanya, yinto enabantu abatile abayiqubayo, ababantu ke ngabantu bomzi, imilawo.

<sup>360</sup> 68. Uyanqula umtu xa esiya emfazweni? Xa esengozini? Naxa asezinkatazweni? Ewe, xa kuzakuyiwa emfazweni, kuyanqulwa, kubilwe kananjalc Ezingozini, umtu uyanqula ngentliziyo, kanti woti apo asinde kona akolelw uba usindiswe ngamatongo akowabo. Naxa umtu asezinkatazweni uyanqula amatongo la akowabo.

69. Zizipi izinyanya ezinqulwayo? Izinyanya ke ezinqulwayo, ngamadoda omzi, amadala, awafayo. Abantu abagcine umzi lo.

70. Zibizwa ngamagama? Ewe, izinyanya zibizwa ngamagama.

71. Kufuneka amagama abantu abafileyo akunjulwe? Lamagama abantu abafayo, kufuneka akunjulwe, angalityalwa, kuba kaloku, kunqulwa ngawo, mhla kunqulwayo.

72. Kufuneka kubedeshwe sasinyo okanye zonke? Xa kubedeshwa izinyanya, zibizwa zonke.

73. Kuyanqulwa xa kuzala umfazi, xa kutshintshwa igama? xa kufudukwaf xa kufiwe? Naxa kuxatywene? Ewe, xa ukuzala komfazi kuhamba nzima, kuyanqulwa, kusiwe inkomo emnyango, kucanyagushwe xa kutshintshwa igama kuyanqulwa. Xa kufudukwa kusiyiwa kwelinye inxowa kuti kwakuba kwakiwe, kwaggitywa, kuxhelwe, kusilwe, kubingelelwe, kuba kaloku amawetu makazi ngoku apo sikona. Xa kuxatyenwe, naxa kufiwe naxa kuko into elahlekileyo, kuyanqulwa izinyanya.

<sup>361</sup> 74. Unqulo lwabafileyo ludibene namangcwaba? Unqulo lwabafileyo, <sup>362</sup> aludibene nganto namangcwaba abo.

75. Ayegcinwa amangcwaba? Amangcwaba agcinwa xa asematsha kupela. Akuba madala akukonto yenziwayo ngawo konke. Abantu abawalindayo bawalinda ngoko ke asematsha. Abahlali kufupi xa selemadala.

76. Kufuneka egciniwe? Ewe, agcinwa ngoko asematsha, onke nje akuketwa mangcwaba ateni.

77. Kufuneka akunjulwe indawo akuyo? Ewe, kufuneka asoloko ekunjulwa amangcwaba, indawo akuyo.

78. Kuko zinto zingcwaliwayo ezigcinwayo? Ewe, ziko izinto ezitile ezingcwalisekileyo ezigcinwayo emzini ngamnye, ekuti ke xa kwenziwa amadini nenkonzo, zokubingelela, zisetyenziswe. Imikonto yenyeye yezinto ezisetyenziswayo kulamadini okubingelela.

/79. Izidanga.....

s774

K11/40

79. Izidanga? Ewe, izidanga nentsimbi ziyagcinwa ukuze zisebenze xa kubingelelwayo.
80. Izihamba? Ewe, imixaka nezinto zokuhomba ziyagcinwa ukugcinelwa imihla yamadini.
81. Izinto zokwenzela imvulu? Izinto zokwenza imvula ziyagcinwa, ukugcinelwa lomihla yokunqula kwizinyanya, ngokubingelela.
82. Zigcinwa ngubani? Ezimpahla ke zonke zigcinwa ngumtu omkulu kulo womzi, okanye xa kungeko mtu mkulu zigcinwa yimilowo yalo mzi.
- ~~362~~ 83. Zikona inkomo zokunqula? Ewe, zikona inkomo zokunqula ezinje ngenkomo zobulunga.
84. Izinyanya ziayazisa into eziyifunayo? Ewe, izinyanya ziayazisa into eziyifunayo, neziyinqwenelayo.
85. Amatongo ayalata abonise kwimicimbi enje ngokonyula inkosi entsha Ewe, amatongo la ayimimoya, ayalata, ebonisa kwimicimbi enje ngokonyulwa kwenkosi entsha.
86. Liyavela igama ngokwasematongweni? Ewe, xa umtu ezakutiywa igama ulibona ngokwake azicingele, kanti ke izinyanya zimxelele igama elo, nokuba kusematongweni nokuba kungokukanyiselwa ngandlela zimbi.
87. Ziyabahambela abantu abasahleliyo? Amatongo ayabatyelela abantu abasapilayo eze nje ngesilwanyana nesalupina uhlobo.
88. Amatongo ayamkelwa? Njani? Amatongo ati akufika amkelwe ngobubele. Apalazelwa igazi ngokuti kuxhelwe inkomo, nokuba yigusha nokuba yibokwe.

Isitixo esiyintloko.

89. Ikona inkolo kwisitixo esiyintloko? Uko u Tixo wesintu ogama lingu Qamata, uKumkani wohlanga nabantu jikelele. Lo ke, yintloko enguyise, nomdali woluntu lonke lwehlabati.
90. Uhlala pi? uQamata lo, uTixo wohlanga, ungu moyo ongabonwayo ngeliso, kwanje ngo Tixo lo ukonzwayo namhla. Ungu moye wazo zonke izinyanya, clona shologu liyintloko kwamanya onke amatongo la. Akanandawo kuyo yaziwayo, kuba ubonwa ematongweni akube umtu elele. Uhlala kwelemimoya, indawo ke engabonwa ngalise lanyama.
- ~~363~~ 91. Unawo umandla? Ewe, ngu Somandla lo Tixo, kuba kukonzwa yena yedwa, kutenjelwe kuye, kuyo yonke into.
92. Ngumdali? Ewe, ungu Mdali lo Tixo, kuba kukonzwa yena yedwa kuba kaloku abantu bakudala babekolelwa ukuba umtu udalwe ngokoko,

/ekumeleke.....

s774

K11/40

ekumeleleke ukuba makabe uQamata, yayililona tongo likulu, lavela tanci kwamanye, emakute lalingu Mdali woluntu ke.

93. Ulawula yonke into? Ewe, uQamata waye lawula lonke uluntu.
94. Wenza kunete, okanye kubalele? Ewe, imvula, abantu babekolelwa ukuba isina nje, kungokuba kutande okoko, okanti ke xa okoko abafayo betshikile, ublanga loba kwimbandezelo, enje ngembalela ezi, kwene-zinye.
95. Izinyanya ziyayijonga into eyenziwa luluntu? Ewe, izinyanya, ziyazijonga kabukali, izinto ezenziwa luluntu.
96. Kufuneka isimilo esihle? Isimilo esihle yinto efunekayo, kuba uQamata uyamtshikilela lowo ungenasimilo.
97. Uyabohlwaya abonayo! Abone njani! uQamata, uyamohlwaya umtu xa esenza izono. Xa umtu engazili xa efelwe, uyohlwaywa. Xa umtu efeketa ngazo inkomo zake umbona wake, nelifa lake, uyohlwaywa zizinyanya, oTixo.

Eminye imimoya: engengabo okoko:

98. Imimoya emitini:- Emitini akuko mimoya injalo. Emilanjeni paya ezizibeni nasemacibini ikona imimoya engezozinyanya.
99. Amagama azo:- Icanti, abantu bomlambo, isiporo, umamlambo uTikoloshe, uHilli, impundulu, ingwenya.
100. Imbonakalo nenkangeleko, nesimo sayo lemimoya:- Icanti yinto ehhlala emlanjeni, liti apo lipume kona, kanti olibbonileyo uya kwenza-kala, elame. Liyajika libe yimali, okanye libe zibhekile, okanye izitya, okanye amaqanda, okanye ibhayi emhlope. Yinto ekwaziyo ukuzenza nawupina umhlobo wento. Linengozi ke xa umtu lo elamile. Icant likwangumamlambo, kuba kaloku lihlala emlanjeni, yinyoka ezijikayo ibe zizinto ngezinto.

uMamlambo ke licanti elingasahlali mlanjeni, elite lafuywa ngumtu. Liti ke lizenze umfazi walomzi, kanti ke, kolunga yonke into kulomzi, inkomo, amasimi, urzi, iti into esuka ingalungi ibe yintsapo yalomzi. Naye umamlambo uyajika abe yinyoka, kanti uyakwazi nokujika abe yintombi entle elubhelukazi elumanzendonga.

Abantu bomlambo:- Ngabantu nje, bafana nomtu bahemba ze, behlala ezizibeni, bañomzi wabo apo ezizibeni, kwenziwa yonke into eyenziwayo ngabantu. Ababantu ke, kutwaswa ngabo kuba umtu ozakuba ligqira, usiwa kona esizibeni ligqira, afakwe, kanti ke wotweswa ngabo bantu.

/Ngabantu.....

s774

K11/40

Ngabantu ekutiwa bamhlope, banenwele ezinde eziti wambu ngemva apa.  
Babonwa ngamaggira, nabatwasayo.

Isiporo:- Yinto engunalilo, ebonakala ngati ngumtu otshayo. Imbonakalo ingamatambo onke omtu ohamba engenayole, bubugoxo bamatambo  
 365. atshayo. Lento ibonwa ngokuhlwa. Iyamsukela umtu imbete ngempama, idlale ngaye ubusuku obu. Sitanda emangcwabeni, nasezicaweni, kuba kutiwa ngumtu ovuke ebefile emangcwabeni. uTikoloshe ikwa ngu Hili uGilikango. Lento ayibonwa nokuba ingene apa endlwini, ibonwa ngabantwana bodwa kuba inembokotwa ehlala emlonyeni, ebanga angabonwa mtu. Mfutshane ungangebantwana, pofu emdala. Lisela elibela abantu elo. Uba imali, amaqanda, nezinye izinto. Ubela umtu wake lowo umfu yileyo. uTikoloshe ukolisa ukufuywa ngabafazi. Impundulu yintaka yezulu. Ifuywa ngabafazi, batakate ngayo. Iti xa ibulala umtu nokuba yimpahla kududume izulu, kutiwe ke yiyo iyadلالisa, ibeta amapiko ayo. Ihlala emafini. Xa ikona emzini, kubonwa ngokuti umzi ugubeke, upele ukufa oku, kanti ke yiyo iyababulala. Ingwenya sisilo samanzi nasemacibini amakulu. Yinyoka yaselwandle le. Ihlala kwezoijkekayo iziziba. Umtu uyabizwa yingwenya ka ezakuba ligqira, kanti nenkomu iyabizwa. Kutiwa usuke umtu abone iliso elibomvu okwesobane, aze ke alitande ekudele, aye kulo ke umtu, kanti wode angene esizibeni esinengwenya, engaziva.

Imilozi:- Yinto ati amaggira atwase ngayo. Yinto ekutiwa imilozi (amaKosi ngagama limbi) ihlala paya pezulu endlwini xa kuvalelwe ukukanya, kumnyama, iye itete yonke into inyama le, bubugxokolo bamata-  
 366. mbo atshayo. Lento ibonwa ngokuhlwa. Iyamsukela, imbete ngempama, idlale ngaye ubusuku obu. Itanda emangcwabeni nasezicaweni kuba kutiwa ngumtu ovuke ebefile emangcwabeni.

uTikoloshe ikwa ngu Hili uGilikango lento ayibonwa nokuba ingene apa endlini. Ibonwa ngabantwana bodwa kuba inembokoto ehlala emlonyeni ebanga angabonwa mtu, mfutshane ungangebantwana, pofu emdala. Lisela elibela abantu elo uba amaqanda nemali nezinye izinto abele umtu wake lowo umfuyileyo. Ukolisa ~~ukufuywa~~ ngabafazi uTikoloshe Impundulu yintaka yezulu. Ifuywa ngabafazi, batakate ngayo. Iti xa ibulala umtu nokuba yimpahla, kududume izulu kutiwe ke yiyo iyadلالisa ibeta amapiko ayo. Ihlala emafini xa ikoyo emzini kubonwa ngokuti umzi ugubeke upele ukufa oku kanti ke yiyo iyababulala.

/Ingwenya.....

Ingwenya sisilo samanzi nasemacihini amakulu. Yinyoka yaselwandle le. Ihlala kwezoyikekayo izizba. Umtu uyabizwa yingwenya xa ezakuba ligqira, kanti nenkomo iyabizwa, kutiwa umtu usuka abone iliso elibomvu okwesibane, alitande, ekude le, aze ke aye kulo umtu kanti wode angene esizibeni esinengwenya engaziva.

Imilozi yinto ati amaggira atwase ngayo. Yinto ekutiwa imilozi(amatkosi ngagama limbi) ihlala paya pezulu endlwini, xa kuvalelwe ukukanya, kumnyama, iyitete yonke into pofu nokuba kuyakanya, xa sukuba umtu eyokuvume sa, kwiggira lemilozi.

- <sup>367</sup>  
368. 101. Ziyabonwa ngabantu? Icanti, imilozi, ntikoloshe nempundulu, ziyabonwa ngabaninizo, azibonwa ngumtu wonke. Icanti libonwa ngumtu owelamileyo. Umamlambo ubonwa emzini apa ngumniniwo, omnye umtu nje omonileyo udla ngokwenzakala. ntikoloshe ubonwa paya endle, xa amakwenkwe esalusa impahla, amane ecela izapolo. Impundulu ibonwa ngumnikazi wayo yedwa ~~x~~ apa ekaya.

Imilozi ihlala entungo kulondlu inomnikazi wayo, kanti uti uba uye-komnye umzi umnikazi wayo ivakale iteta nakulomzi.

Ingwenya yona ibonwa ezizibeni ngulowo zike ebiziwe ezakuba ligqira, nokuba zeke ebiziwe nje. Isiporo sona siyabonwa nje paya endle ebusuku, sikolisa ukubonwa ngasemangcwaben. Abantu bomlambo babonwa ngabantu ngebhaqo, pofu uti nje abonwe aphoseleke esizibeni, azimele. Umamlambo akabonwa, ngapandle koba abonwe ngumnini-wo. Abanye abantu abambonileyo bayelama.

102. Zibonwa pantsi kwazipi imeko? Impendulo yalombuzo sele ixeliwe kumbuzo we 101.

103. Zenzani ebantwini? Umsebenzi, ~~x~~ owenziwa yimimoya, yingozi, inkatazo, ukukataza abafazi entlalweni yabo, nkoyikisa abantwana, ukwenzakalisa inkomo, ukugibisela amatye (izitunzela) nokubizwa kabantu nenkomo emlanjeni (ingwenya, abantu bomlambo).

104. Indlela abantu abazipata ngayo kulemimoya:- Imilozi:- Umt oligqira lemilozi, uyihlonele, uteta nayo ngembeko. Icanti yinto <sup>368</sup> ehlonitshiweyo ngumnini walo. Umamlambo ikwa licanti, upatwa ngentlo nelo ngumnini wake. ntikoloshe upatwa kakuhle ngentlonelo ngumnini wake. Yonke lemimoya ipatwa ngentlonelo, ngapandlo kwesiporo into ke yona engenamtu iqhelene naye. Soyikwa ngumtu wonke osibonileyo.

/105. Uhlobos.....

s774

K11/40

105. Uhlobo azikusela ngalo umtu:- Umtu kulemimoya uzikusela ngamayeza, neziqhumiso.
106. Uhlobo lokuteta nazo:- Umtu uteta nazo ezizinto ngumtu ongumninizo. Abanye abantu abatetinto nazo, kuba abaziboni, kwaye ukusuka apo, bayazoyika.
107. Zitandazwa njani? Ezizinto zitandazwa ngokuhlinzelwa (zenzelwe igazi).
108. Zigcinwa njani? Zigcinwa ngamakubalo uba zingezi emzini.
109. Ziyasetyenziswa ngabantu? Ewe, ezizinto ziyaqeleshwa, zisetyne-nziswe ngabatakatı (amagqwira).
110. Zibenzela ntoni? Ziyatunywa, ziyahlakula, zibulala nabantu abatiyiweyo, zichumisa nemfuyo namasimi abaninizo, iyaxilonga imilozi.

Indawo ezintloni.

111. Indawo ekungayiwa kuzo:- Indawo ekungayiwa kuzo, ngamahlati, intsunguzi, ingxangxasi intaba, ingxingwa, amacibi nemitombo.
112. Izitete ezibanga zihlonitshwe ezindawo? Zihlonitshwa kubako kwezitunzela,,no Tikoloshe ezintsungu zini, nasemahlatini, nasezingxa ngxasini. Ezingxangxasini x nasezizibeni, kuti kanti yindawo ehlala ingwenya, nabantu bomlambo. Apo ke kuko ingozi yokuti umtu abizwe, atshone apo xa engakange ati esekude apose ilitye esizibeni ati, "Qwanyaza ngwenya". Kufuneka iqwanyaze ukuze ingamjongi ngeloliso layo libizelayo.
- <sup>369</sup>  
113. Intaba:- Zindawo ekutiwa zikufupi noQamata, uTixo wohlanga, ekukhollowa ukuba xa kunqulwayo, mkuyiwe entabenı, kutandazwe kona. Yindawo enesiduma leyo kwako koko, bekuko namadini enzelwa ezintabenı mandulo. Imitombo, namacibi zindawo ezihlenitshwa ngokuti kubeko imizila ebonisa ukuba kuko icanti elihlala apo, elingati lenze ingozi kumtu otile.

114. Pantsi kwayipi imigangato? Ngani? Kusenziwa ntoni apo? Amaggira wona aya kwezindawo xa kubonakele imizila ebonisa ukuba kuko into kulomitombo, naxa kuko umtu owelamileyo ozakunyangwa. Wona amaggira ngabantu abanyangayo, abangenakwenzeka nto, kwezonJawo zinjalo. Lomti ke yena uti aye kwezindawo, uyanyanga, azame nokuphilisa ezingozi zokwalama kwabantu.

/115. Izinto.....

s774

K11/40

115. Izinto emazensiwe nemazingenziwa:- Xa umtu esiya kwezindawo kufuneka umtu azinyange kuqala kanti kona ezizibeni umtu uqala agibi sele ilitye xa esondela.

116. Isighamo esenzekayo xa ezizinto zithe azenziwa:- Xa umtu athi waya apho kukho ingwenya uyalama, ukuba akazange alungiswe okanye akanqulanga, okanye ke akazenzanga ezizezinye imfanelo. Ukuba uye entsunguzini ekuthiwa akuyiwa kuyo, eluhlaza, uya fa ngumothuko awufumana kwizinto athi azibone apho. Emancwabeni aneziporo uye abulawe ngumothuko okanye aphambane. Ezi zinto zimtsho amkelwe yingqondo xa engafange.

370  
371.

Ukungenwa yimimoya nokuba nayo.

117. Abantu abangenwa yeminye imimoya:- Abantu baqhelekile uba banganwe yimimoya emihi okanye ibahlasele.

118. Isimo sayo:- Imo yomtu ongenwe zindimoni kukuphelelwa yingqondo nokuba novalo (ukoyika).

119. Le mimoya imenza umtu agule? okanye apambane? okanye abe nesimo esahlukileyo? Ewe umtu ongenwe yimimoya emdaka uyagula, okanye apambane, maxa wambi abenokwahluka kwabanye abantu ngesimo. Kunge njalo umana esiwa.

120. Izizatu zokungenwa zidemoni:- Izizatu zoba umtu angenwe zidemoni kukulunjwa ngomnye umtu, okanye ukwelama, okanye ukugula, aze umtu koko kugula kwake abone imimoya emdaka.

121. Unobangela wokungenwa yimimoya umtu waziwa njani? Lona iyeza laziwa njani? Unobangela wokungenwa yimimoya waziwa ngokuti umtu axilongwe ligqira (nokuba lelemilozi nokuba sisanuse) Amayeza ke eqqira yiyo into eyenza ade acace umtu nokuba ungenwe ngumoya mnina. Iyeza lokunyanga umtu onedemoni laziwa kwa ligqira.

122. Ingcaphephe (amacule) okunyanga umtu onemimoya:- Amacule okunyanga abantu abangenwe yimimoya, ngamaggira emilozi, okanye izanuse, amaggira okuvumisa nan o nomatotolo.

123. Indlela zokunyanga:- Umtu ongenwe yimimoya usiwa kumaggira, ati ke wona amphehlelele ade aphete eligqira. Ubanjelwa ibokwe emhlope, anxietyiswe ubulunga bayo. Wenzela umjadu namaggira, kuyasilwa, kuxhentswe azeke aphehlelelwe. Xa igqira limnyanga umtu, limhlamba ngobulawu.

/124. Amaggira.....

s774

K11/40

124. Amaggira ayazigxota ezidemoni okanye ayazingenisa emtwini:-

<sup>371</sup> Amaggira la, ezidemoni ayazimilisela kuye, aze ati akuba eligqi-  
<sup>372</sup> ra naye anyange ngazo.

126. Banezihlabo? Ewe, abantu abangamaggira (abantu abanemimoya) uyaziteta izinto ezingekenzeki.

125. Bayapololo feta? Hayi bona & ababantu bapolofeta ngokwezigulo zabantu abagulayo.

127. Bayazibona izinto ezifihlakeleyo? Ewe, ababantu bayazibona izinto ezifihlakeleyo, nezingamahlebo, nezingaziwayo ngabanye abantu.

128. Babufumana kwabanye obuqili? Lemimoya iyamngena umtu ngapandle koba afundiswe. Kuti akuba eqondiwe, asiwe ke siyazi, ahlanjwe, aphehlelelwe, esenziwa igqira naye.

129. Bayaphehlelelwa ababantu? Ewe, bayaqeqeshwa ababantu, baphehlelelwe nje ngabawkweta.

Imimoya, namandla asezintweni (ubugqi).

130. Zinako izinto ezingapefumliyo ukuhamba ngokutwalwa zizinto ezingatetiyo? Ewe, zinako izintc ezingapefumliyo ukuhamba ngokutwalwa zizinto nje ezingatetiyo.

131. Imimoya yobugqi iyamamatela kwizinto ezingatetiyo? Ewe, imimoya yobugqi, inako ukuzi namatelisa nje kwizinto ezingatetiyo.

132. Ezizinto zietyenziswa ngabaninizo? Ewe, ezozinto, zinako ukusetyenziswa ngabantu bazo.

133. Ezizinto ziyanqulwa? kutetwe nazo? zitshizwe ngegazi? Ewe, ezizinto ziyanqulwa, kutetwe nazo, zitshizwe ngegazi xa kucanyagushwe

134. Ezizinto zinako ukwenza izinto ezingaqelekanga? No kugapula?

Ewe, xa zixela imihlola, izinto zinako ukwenza izinto ezingaqelekanga ezinje ngokopa, nokushukuma, xe zixela imihlola.

Izidlo.

135. Zikona izinqulo zezinyanya? Ewe, zikona izidlo zokunqula ngapandle kwezi zokunqula okoko.

136. Zenziwa ngamaxesha atile onyaka? Ewe, ziko izidlo ezenziwa ukuqala kwamaxesha onyaka.

<sup>372</sup> 137. Xa inyanga intsha? Akuko nqulo lwenziwayo xa kuvela inyanga entsha.

138. Kwensiwa intoni eNtlakohlaza:- Ngelixesha abantu balungisa imizi yabo, ibetelelwe.

/139. Kwensiwa.....

s774

K11/40

139. Kwenziwa ntoni eHlotyeni? Ngelixesha kwenziwa n izidlo, nama-dini, ukubetelela izipango, nokuqhumisela amazimba nokuwalinda kwe-kiwe amaphempe.

140. Ukuggitywa kokuvuna:- Xa kugqitywa ukuvumwa, kusilwa utywala bezabhwokwe. Obutywala ke bobukunqula kuba kuvuniwe indyeb.

Ukuhlanjululwa.

141. Kuko maxesha umtu ekufuneka ahlanjwe kuba engenyulu? Akuko maxesha ekufuneka umtu ahlanjwe, ngenxa yokuba umtu engenyulu ngo-kwemo yake.

142. Kutiwani kuntu obephete isidumbu nento ebeliwe lizulu? Umtu obe-ke wapata isidumbu nezinto ezibetwe lizulu, kutiwa akanyulu ufunu ukuhlanjwa.

143. Xa umtu ebulele omnye emfazweni? Umtu obulele omnye emfazweni, uyahlanjwa, agajiswe, kukhutshwe iqungu, kuba kutiwa akanyulu.

144. Umtu osandulukuzala? Ewe, umtu osandulukuzala, waziwa ngokuba akanyulu, ezakuti ke ukupuma kwake efukwini ahlanjwe ngokwenzelwa isiko lokuxhelelwa ibokwe, nokusilwa kotywala. Abafazi ke sebezele apo, kuzo kukutshwa lomfazi efukwini. Obutywala bokukutshwa komdle-zana, kutiwa ukubizwa kwabo, "Ngumdliwezandla" Elezama liteta uba ke ngoku umfazi unako uba embizeni ephekiweyo ingadliwa nangamadoda ekubeni begale basela obotywala.

145. Emva kwetyala elibi:- Umtu xa enze inyala, okanye ityala elibi netyala elibi njalo-njalo umtu onjalo ubizwa ngokuba yinqambi.

146. Lomtu kufuneka ehlanjiwe? Ewe, umtu ololuhlobo kufuneka ehlanjwe  
373  
374. ukuze apheli ubunqambi obu anabo.

147. Ukuba akahlanjwanga kwehla ntoni? Ukuba umtu akahlanjwanga ebenze into embi usuke acewuke Asoloko ete roqo ukwenza izinto ezingatandekiyo, ezingcolileyo, ezingatandekiyo. Omnye usuke abe namabhadi, abe yinto esoloko intywila - ntywileka ezintweni ezingcolileyo nezilihlazo. Utu omnye abe sisulu sokubanjwa entolongweni, xa engahlanjwanga.

148. Uhlambo olu uyazenzela umtu noba lenziwa ngomnye? Umtu aka-zihlambi ngokwake xa eyinqambi, uhlanjwa ngabazali bake, okanye xa engenabo abazali, uhlanjwa zizizalwane zake.

149. Kwenziwani? Njani? Ngeyeza noba ngeziqumiso? Umtu ohlanjwayo, usetyenzwa ngamaxhwele nanga magqira. Uyakhutshiswa, ahlatyelwe

/umzimbalo.....

umzimba lo, afakwe intsizi, acinywe, aqhunyiselwe, anyangwe nangengca mbu.

150. Kuko zenze zaziwayo? Ewe, ziko izenzo ezibi ezaziwayo, ezimenza umtu abe yinqambi kuze kufuneke ahlanjwe.

151. Izinto ezenziwayo emtwini, xa ete wayinqambi:- Xa umtu ebefelwe, okanye ebepete isidumbu, kufuneka ati ukuze afane nabanye abantu, aqale ngokuzila, aze enzelweke isiko lomtu osenzileni. Xa umtu ebulele omnye, nokuba kusemfazwani, nokokuba akuko mfazweni, kufuneka akutshwe iqungu, akhutshiswe, anyangwe njalo-njalo, ~~xx~~ ukuze afane natanye abantu. Ke yena obebeleka, kufuneka ahlele efukwini, ade akhutshwe ngokwenzelwa amasiko anje ngokuxhelawa ibokwe, nokusilelwa utywala, njalo-njalo. Akhungwe kulomcimbi, ngabafazi. Ke yena ote wangena kwintlondi yokudlwengula, kufuneka ayalwe ngamawabo, ati ke <sup>374</sup>  
<sup>375</sup> ukuba akayaleki, enzelwe amasiko, awengqiti kuma Kosa nawamadini ku Mamfengu.

152. Xa engekahlanjwa kufuneka kwenziwe ntoni? okanye kungenziwa ntoni? Xa umtu engekahlanjwa, kungum-miselo ukuba makangahambi pakati kwabantu. Makatete ngokutobekileyo nalapa ekaya abe senzileni. Ofelweyo akanako ukuya pakati kwabantu, ade akhutshwe ehlatini (ukukhuzwa) Obulele umtu emfazweni, kulisiko ukuba ~~xx~~ makazipate kakuhle ade agajiswe akutshwe iqungu. Umfazi yena ozelelyo uhlala efukwini, ade akhutshwe, abe nokuhamba inkonzo, kwanezinye indawo ezinabantu abaninzi. Ixisusa azihanjwa ngabayinqambi.

153. Lomtu uyinqambi uyalahlwa? Akateti nabanye? Akadli nabanye, Akelali nabanye? Lomtu akalahlw konke uhlala nabanye, nokuba usisidlwengu akalahlw into ekunayo uyadliwa inkomo baze ke bona abantu bakowabo bamyle.

154. Indawo le yona kuyafuneka ihlanjiwe? Ewe, xa indawo ifelwe, okanye kugulwa, okanye kuko inyala elenzekileyo, kufuneka londawo ihlanjwa ngokwesiko lesintu.

155. Xa kubete umbane? Xa kudlale inkosi, umzi uyahlanjwa, kunyangwe ligqira.

156. Imiteto evenziwayo xa kudlale inkosi:- Xa umzi uhanjelwe yinkosi udonga oludlalwe yinkosi luyacitwa kwakusa, ziti izinto ezingu-mti zingabaswa, zombelwe. Igqira kwangoko liyaputunywa, linyange ukuze ingabuye yenzeke lonto. Likupa iqanda igqira. Iqanda ke leli

/lezulu.....

s774

K11/40

lezulu. Abantu balomzi abati sa bengekanyangwa kuba basezingambi. Bona bayanyangwa, bakhutshiswe, kupume umsi wezulu, lo ungene ngapakati. Ukuba sisilwanyana (inkomo nokuba yigusha) lonto iyafatwa yambelwe, ingatyiwa.

375

376. 157. Uhlambo lwensiwa njani? Ukuhlanjwa komzi ohanjelwe yinkosi, kusetyenzwa ligqira ngemiti eyaziwa lilo yokunyanga ukuba zelingabuye lipinde. Abantu bayagajiswa, bakutshwe umsi lo ungene ezifubeni.
158. Kuko silwanyana sixhelwayo? Kuyaxhelwa xa igqira lenza izikonkwane kuba zenziwa ngamafuta.

159. Kwenziwa ziko litsha? Hayi, akwenziwa ziko litsha.

160. Kwenziwa umnyango omtsha? Akwenziwa mnyango mtsha, xa inkosi ibihambele emzini. Londlu iyacitwa nje x mpela ingabuye isebeenzele.

161. Liyafunwa igqira? Ewe, liyabizwa igqira linyange.

162. Kuyatandazwa? Akutandazwa, into eyenziwayo kuyanqulwa, kucanya-gushwe, kunqulwe amatongo. Kaloku lento itatwa ngokuba isenzeka nje kungokuba izinyanya zitshikile, zifuna ukulungiswa.

163. Ka kutshatwa ziyanqulwa izinyanya? Ewe, kuyasetyenziswa nku-nqula izinyanya xa kutshatwa.

164. Izinyanya ziyakungwa? Izinyanya ziyanqulwa xa kutshatiswa, kwenziwe icamagu kulowo utshatayo.

165. Ayenziwa amadini? Ewe, amadini ayenziwa xa kwendiswayo. Ku-xhelwa ibokwe, nenkomo ihlatywe ukuze ikale.

166. Akona amanye amasiko? Ezinye izinto ezenziwayo xa kwendiswayo kukuguqisa intombi paya enkundleni.

167. Kuko madini enziwayo xa kuphehlelewa umkweta weggira? Xa kuphehlelewa umkweta weggira idini lenziwa ngebokwe, lokungenisa umkweta endlwini. Elesibini lelokuvula, likwenziwa ngecokwe. Ele-sitatu lelokupuma ke lona lenziwa ngenkomo kunqulwa ke ngoko.

376

377.

### 29. Ukungulisilwanyana.

1. Iziduko ezikoyo apa eluhlangeni:- Ngabenguni, abaTembu amaKeswa amaRadebe, amaTolo, amaZizi, amaBongwe, amaKhambula, amaBele, ama-Jwara, amaKhomanzi, amaKhumalo, amaKuza akwa Sibalukulu, amaNdlangis amaGcaga, amaMvemve, amaSonani, amaDuma, amaXolo, amaNkwali, amaDeyi imidlelanga, amaZondo, abakwa Mtshabeni, o-Maduna o-Msimango.
2. Izilo ezihlonitshwayo or Ezinqulwayo:- AmaMfengu akabedeshi ~~xxx~~ silo wona.

/3•13 Njengoko.....

3-13. Njengoko kungeko sinqulo (totem) kulamaMfengu impendulo yale mibuzo ngu akuko nto (nil). Tina sinqula inkomo ngokwenza idini xa kugula umtu.

30. Amayeza, ukuvumisa, ubuggi.

Amaggira.

1. Ngamaggira mani amaggira la? Ako amaggira angamadoda, kanti akwakho nangabantu ababhinqileyo.
2. Abantu abazi amayeza ambalwa:- Ewe, ako amaggira azi amayeza ambalwa.
3. Akona anyanga isifo esinye:- Ewe, bako abantu abanyanga uhlobo olunye lesifo.
4. Bako abanyanga abantwana? Abakomba isiza? Nanyanga abantwana? Ako amaggira enkomo, anyangazona zodwa. Isiza sona, sikonjwa yinkos<sup>1</sup> yalomhlaba asinto yabantu. Akona amaggira anyanga abantwana.
5. Ubuggira obu bulilifa? Lento ikukunyanga umtu uyayizuza kumzali wake, oko kukuti ke yinto ellilifa le yobugqira.
6. Bafundiswa bonke onyana nguyise amayeza? Mnye unyana afundiswa nguyise amayeza, ngulo umkulu, oyindlamafa. Abanye badla ngokusuke bazifundele xa betanda.
7. Umtu ubuggira ubufunda emtwini omnye! Umtu akafundi mtwini mnye ubuggira.
8. Ubuggira obu bufundwa kubantu ngabantu? Ewe, ubunyangi, bufundwa kubantu ngabantu.
9. Ubhatala ntoni xa afundiswa ubuggira umtu? Ubuggira umtu ubuhlawulela inkomo ibenye.
10. Ingqeesho ayifumanayo? Izinto umkweta (umtu ofunda ubugqira) azifundayo kwisanuse esidala, kukuvumisa indlela yokuteta xa umtu avumisayo, indlela yokuteta nemihlola, ukuxhentsa, umtu utwasiswa zizinyanya zakowabo. Iggira iona lisebenzela ukuba ati amapupa awapupayo, akanye. Lonto ke yenziwa ngokuti ahlanjwe ngobulawu.
11. Uyawafunda amagama emit, njani? Ewe, amagama emit yokunyanga uyawafunda umtu ongumkweta. Usuke aphuphe eboniswa iyeza, nendawo elikula kuyo, negama leyeza elo, kwanegqabi lalo kananjalo, ke uti yena asuke avuke ayokulimba, kulondawo.
12. Ukufunda njani ukuvumisa? Ukulungisa amayeza? Ukuvumisa kufundwa eggireni kuba iggira liti xa lizakuvumisa like limilele

/ebakweteni.....

s774

K11/40

ebakweteni balo kuqala, kuze kucace ke oyena mweta ubukali ekuvumisoni. Umkweta, uba lihlakani elihamba negqira, kanti wofunda ke eggireni apa indlela yokuwenza amayeza. Ukumbululimikilela, umtu uyakupupa ngo kutyilelwa kwake, ngematongo.

13. Ufundiswa ituba elingakanani? Ituba lobukweta lixomekeke eku-fundeni kwake msinya, okanye ekuguleni kwake nasekupileni. Kaloku umkweta lo usuke agule ukuze abe uyasiwa paya eggireni. Omnye utata unyaka omnye, kanti omnye wotata iminyaka emibini nokuba mitatu.

14. Xa ephumelele uyalingwa kuqala! Ewe, umtu uyalingwa akuggiba, mayela nokupumelela kwake.

378

379. 15. Ke kuveko mtu ubaliggira engakange atwase? Akuko mtu ubaliggira, engabonisanga ngokuti ake atwase. Umtu osuke abe yinyangi kungakange kubeko nto yakutwasa "lixwele". Ixwele ke ngumtu ote bumini wazifundela amayeza mtwini, aze asuke anyange naye.

16. Amaggira ayevisisana ngomsebenzi wawo? Amaggira angamabuto atile wokutsala, atsala kunye ngemvisiswano yomsebenzi wawo.

17. Ahlukile amaggira ngembonakalo? Ewe, amaggira ohlukile ebantwi ni ngembonakalo, nangesinxibo.

18. Iggira lizifumana pi izinto zokunyanga? Izinto zokunyanga, namayeza nendawule zifunyanwa eggireni ngabakweta, poju ke wona amayeza umtu umane ewatyilelwa ematongweni xa eleleyo. Ewe, omnye usuke afunde ukwelapa kuyise apo ezozintc zonke.

#### Practice (Ukwenza).

19. Iggira lilenza napina iyeza xa litanda? Ewe, iggira lisebenza napina apo litandayo.

20. Kufuneka abantu baye kulo? Ewe, ngabantu abasuke bayokulifuna iggira.

21. Iggira lizula esitubeni? Hayi, iggira alizuli situbeni. Lisisabenzela umsebenzi walo. Lihlala ekaya kuyiwe kulo ngabantu.

22. Liyava kwezinye intlanga? Ewe, iggira, liyaya kwezinye intlang xa lifici. Aluketi luhlanga okunyangeni kwalo.

23. Inqubo yokuvumisa:- Abantu abayakuvumisa bapuma umhlalo, iqela labantu abangamadoda, nabesifazana, batate iminqayi emnyama. Aku-buliswa mtu, kubuzwe nampilo endleleni. Kuti bakufika, iggira libabone kwa oko litshayise sebelingqongile. Litets, litete, bemane beqwaba besiti, "Siya vuma." Xa bengakolelwati, "Siposa ngasemvi

380/Kuti.....

s774

K11/40

- <sup>379</sup> 380. Kut i kona xa selicana, kucace kwa ukuvuma okukwabo, batsho ngokukutala nangokuqava.
24. Kufuneka libuze umonako? Liyaxeelwa? Lixela lingakange licazelwe  
Iggira alixeelwa nto, laye lingabuzi nto ebantwini. Into eli-yanzayo lisuke lixele konke ngokwalo nje.
25. Liwugala kwongoko umsebenzi? Iggira alisuki lisebenze kwangoko xa kufike abantu bezokuvumisa. Liqale linxibe imingqa yalo, liti elisebenzisa, indawule lizilungise njalo. Elinye liqale lombele li-xhentse kanti ke loti limana ~~ki~~ livumisa, lihlaba.
26. Liyamxilonga umtu ogulayo? Ewe, liyamxilonga umtu ogulayo. Xa kuxilongwayo iggira limbamba apa esandleni, okanye ebunzi umtu ogulayo. Amany e ke wona acwangesa amatambo, axilonge ngawo. Ngoku sekuko namaggira axilonga ngezipili.
27. Kuxilongelwa pi? nini? Kuxilongelwa endlwini yeqqira, ngeloxesha umguli afike ngalo. Nokuba kuxesha lipina.
28. Kufuneka kuko abantu abaninzi? Abafazi nabantwana? Ewe, bangabandinzi abantu abalusapo, kwanabantu abangabafazi xa kuxilongwayo.
29. Liyabagxota abantu elingabafuniyo? Ewe, iggira liti lakubabona ukuba babi abantu, libasukele, libagxote. Lixeelwa ~~yimihlola~~ ukuba abobantu abalunganga, libeselibacapukela.
30. Kugala kuhlawulwe kungekavunyiswa? Akuhlawulwa nto xa kuzakuvunyiswa, kuba iggira linako ukusuka liwupose umhlola, libe ke xa liwuposile alifanele kuhlawulwa nto.
31. Kubhatalwa mva? Ewe, kuyahlawulwa emva kokuba kuvunyisiwe, lonto ihlawulwayo kutiwa lukozo, okanye umkonto. Olukozo kwezimini luba yimali eyiponti.
- <sup>380</sup> 381. 32. Intlawulo zeggira:- Ukunyangwa kwesifo esidala esibi yinkomo, isifo esincinci ikwa yinkomo, ezinje izigulo nje ngumrumo welo yeza nje into ~~e:~~ olwayo, ukubetelela umzi yinkomo, ukuvumisa igumkonto okanye ukozo olo. Ukutenga ikubalo yigusha nokuba yintonina ebizwe ngulomtu umnikileyo. Ukuhlanjwa komzi odlalwe lizulu ikwa yinkomo, zide ziye nasesitatwini njalo.
33. Ixelwa liggira imali eliyifunayo? Iggira libiza lonto liyitando, ngokunyanga kwalo.
34. Kubako kupikisana ngemali yalo? Ukuba umtu akayiroli lemali, okanye impahla engumlandu, iggira lisuke liye kum-mangalela lomtu

/enkosini.....

enkosini. Pofu ke, kunqabile ukuba umtu angavumi ukuliruma okanye ukulihlawula igqira umlandu walo.

35. Libhatalwa kancinci, okanye lingabhatalwa? Asinto ikoyo leyo yokuba igqira lingalungiswa ngemali yalo yokunyanga. Lonto inqabe kakulu.

36. Liyamangala iggira xa lingabhatalwa? Xa umtu engabhatali, igqira liyam-mangalela komkulu ngale ntlawulo.

37. Yake yenzeka lonto? Ewe, lonto ike yenzeke, nangona inqabileyo.

Ukuaza izigulo.

38. Iqondwa ngani into engalunganga emtwini? Indlela zokuqonda into engalunganga apa emtwini kukuxilonga. Elinye igqira libeka isandla entloko, elinye ebunzi, elinye esandleni, kanti ke lusuke lixele into agula g yiyo lomtu. Elinye lisebenzisa isipili. Amanye axilonga ngendawule.

39. Umtu ogulayo uyaxilongwa? Ewe, umtu ogulayo uyaxilongwa.

40. Isigulo siyafunyanwa ngokuvumisa? Ewe, isigulo siyafunyanwa emtwini ngokuvumisa.

38/1  
382. 41. Indlela zokuvumisa:- Indlela zokuvumisa, kukuxilonga ngemilononyana (onomatotolo) umtu oligqira uva ngezinyanya into emakayitete kumtu oze kuxilonga. Ungeva bemana besiti. "Khamtsho bantu bakowetu bazokwenza ntonina ababantu basemzini?" Ziyapendula ke ezizinto zitete baze bona bemana beziti, "Camagu". Lisuke ke igqira lipololoze lixela yonke lento liyiva ngezinyanya.

42. Linento elizazi zodwa? Ewe, isanuse sinezinto esizaziyo sodwa nezivakala kuso sodwa, esiti siqonde ngazo izigulo.

43. Liyawasebenzisa amatambo? Ewe, amatambo, ayasetyenziswa.

44. Indawule zona! Kuyaxilongwa nangendawule (amatambo).

45. Inkomo ziyabonisa xa kuko ukufa emzini? Ewe, impahla enje ngenkomo iyabonisa xa kuko ukufa emzini, nokuba lishwangusha.

46. Ukufa kubonwa esilwanyaneni esibulewe ngabom! Hayi, lento ayiko kubelapi, ukufa akubonwa mzimbeni wento ehlinziweyo ngamaggira.

47. Amagama amatambo, izibongo zawo, imiteto yokuwatolikela, Uhlobo enziwa ngalo, indlela asetyenziswa ngayo:- Lamatambo kutiwa zindawule ngamatambo enyamakazi zasendle, ezingapa kwa Zulu.

Izibongo. Izibongo zomtu oyinyanzi abongwa ngaye amatambo ake usuke abongwe ngezi zake izibongo ati, "Ngamabandla akwa Nomagaga asesiphahleni sika Dlomo, akwa Ndlovu zidlekaya ngokuswele umalus...".

Sibakhulu." Lamatambo afunyanwa kubantu abazinyangi, abadla ngokuti bawafumane eLusutu.

382  
383.

Indlela asetyenziswa ngayo, xa esetyenziswa, umtu usuke awashukumise elapa pantsi, aze ke akugqiba awatake awafumbate ezandleni. Utu ke amane ewaposa pezulu ewaganga, aze asuke awati ~~w~~ twahla pantsi. Apa pantsi ema ngohlobo olufundekayo kumtu wawo abe selexela izinto ezi-phatelele kwizigulo nezihlabo zokufa.

48. Amatambo:- Anje ngokuba kuxeliwe kumbuzo we 47.

49. Ndilo:- Uhlobo elenziwa ngalo, into olusetyenziswa kulo. Tina asilwazi undilo sizakuaza ubhilo. Ubhilo yinto eyenziwa ngezintu zigxunyekwe, kupingelwe, ~~kut~~ kutyatyekwe. Isetyenziswa ekugcineni amayeza, izicakati ~~misigogo~~. Xa sipumile seliggira kuhlala ingcaza yotywala yeqqira engenakuselwa ngabantu abatsha abanolaza. Iselwa ngamadoda amadala. Longcaza iba yeyezinyanya.

Eyona nto ixilongayo kuxilonga ~~j~~ggira amayeza wona ayagcinwa apa ebhilweni.

52. Amatambo ayaxela into emayenziwe xa kunyangwa isifo? Namayeza ama kasetyenziswe? Amatambo (indawule) ayaxela abonise indawo emayenziwe ngukumayela nokumnyanga umtu. Kanti namayeza ixwele liya wafumana kuzo indawule.

#### Ukubopha nokusebenza.

383  
384.

53. Indlela zokubopha into eyophukileyo:- Xa umtu ophukile, kulungiswa amaceba, abotshwe ngotwatwa macalomabini. Umaneke ekululwa, ebotshwa, kanti ubehlatyelwe kulondawo kuqala. Uyasezwa omnye umhlabelo ngapakati ngomhluzi. Ezinye incutshe zisuke ziti umtu makanyatele pantsi, lisuke icule lifake umhlabelo kulondawo ebenyatele kuyo asuke alobeke umtu aphile, engaphatwanga.

/54. Iko.....

54. Iko etunyelwayo? Iko imiti ekuti xa umtu erunekilo ahlikihlwe ngayo, kudanjiswe intlungu.
55. Zidlela zini zokutoba ngamanzi ashushu? Umtu owapukileyo uyato-tywa ngamanzi ashushu.
56. Atiwani amanzi xa kutotywa ngawo? Xa umtu etotywa kufudunyezwa amanzi, atotywe ~~ng~~ nangamayeza utotywa engekabotshwa.
57. Ukuqapula. Umtu uyaqatshulwa intlanga xa enengozi, ophiswe igazi Kanti xa indawo ingenakumila, iyanqunyulwa, njengomnwe - njalo.

Ulwazi lwezinto ezitile.

58. Umhlabelo:- Uyaziwa ngokupilisa kwavo. Uyaseza ube uhlabelle kwa wona. Ikambi ngumti wokugabisa intloko, xa umtu egula yintloko. Ikambi elikulu (umasindwa-zingubo) ngumti wokunyanga abantu abapambeneyo. Indoya likubalo elibomvu, elinyanga umtu onesifo sokuwa. Uhlahlukufa, likwakiwa endle, liyapekwa, litobe umtu okanye umtu atshiswe ngalo xa edumbé umzimba. Elamahlaba liyapekwa liswelwe ngumtu xa ebeqalwe ngohlahlukufa. Umagubula leledliso eli, liyembiwa umtu alihlafune, kanti uzakuyikupa lonto ebeyidlile. Ikubalo lovalo, xa umtu enombilini uyalisela. Kanti likwazenza nentlanga. Isihlungu esikulu sisebenza ukunyanga amahlaba. Ngamaggabi into epekwayo yenze iyeza. Likwerudisa eliyeza. Ikubalo lempundulu eliti kumtu odliwa yimpundulu asetyenzwe ngalo umtu onjalo uzeke ekupa igazi ngomlomo. Lidityaniswa namafuta empundulu eliyeza. Isihlungu esincinci.

384  
385.

59. Libizwa ngalipi igama ngabantu nangamaggira? Umhlabelo ubizwa ngolohlobo ngabantu kwana magqira, okanye kutiwe ngabantu nje liyeza lengozi zokwapuka. Umti wokugaba ati wona amaggira likhambi. Ikambi elikulu ekutiwa ngabambi, ngumti wabaphamba nayo, ati wona amaggira ngumasindwa zingubo. Elesifo sokuwa bati bona ogqira yindonya. Elokudumba eloku nyanga umtu odumbe umzimba, ati ke wona amaggira ngu "Hlahlukufa". Iyeza lamahlaba ngumti ati amaggira x ukuwubiza, "liyeza lamahlaba" Libizwa ngokufanayo ngumtu wonke. Iyeza ledliso ati amaggira ngumagubhula. Iyeza lombilini ati amaggira liyeza lovalo. Iyeza lokurudisa nelehlabo ati amaggira Sisihlungu esikulu. Iyeza lokugxota intaka kutiwa ngamaggira likubalo lempundulu. Isihlungu esincinci ekutiwa ngabantu nje liyeza lenyongo ezimpahleni. uDila ezimpahleni unyangwa ngobuhlungu beramba lamatye. Abantu nje bati liyeza yenyama yamakwenkwe.

/60. Lamayeza.....

s774

K11/40

60. Lamayeza asebenza ntoni? Amanye abulala ityefu esiswini, amanye ayakupisa, amanye ayarudisa ayapilisa onke.

61. Asetyenziswa njani? Umhlabelo uyaseza, uyaqapula kubotshwe maxe wambi. Ikambi umtu uyakanyelwa ezimpumulweni limkupise umtu intloko. Lidityanisa nomasindwazingubo. Indonya kukandwa iyeza. Ilikubalo elibomvu, ekugedlwia ngalo isifo sokuwa. Liyagutwywa asezwe umtu linga pekwanga. Liselwa emva kokucela amanzi. Umtu ugaba ngalo, arude ngalo. Uhlahlukula uyapekwa kufakwa intwana yomgubo emanzini ashushu. 385 386. Umtu odumbe umzimba utshiswa ngalamanzi abilayo, kanti akasoze amtshi-se lomanzi. Elamahlaba liyingcambu esezenza nohlahlukufa, liyapekwa, liselwe ngumtu ozeke egula. Umagubula ufakwa xa umtu etye ✕ ukutya okubi, akugabe, akukuphele ngapandle.

Ikubalo lovalo liyadliwa, liyaselwa, lenziwe imboza, kanti ✕ likwafukutwa ngumtu onovalo lingamaggabi. Isihlungu esikulu siyaseiwa xa isisu sisibi. Kwinkomo enenyongo sidityanisa nengcambu zekamangu, isezwe wuke. Ngamaggabi apekiweyo, umtu yena unako nokusihlafuna. Ikubalo lempundulu umtu uvaswa afutwe ngalo uhlahlukufa uyafuta edibene nalo. Ekucileni kudityanisa notutu olupandie, umtu akwaze, acile. Isihlungu esincinci sisezenza empahleni xa inenyongo.

62. Lamayeza asetyenziselwa zipi inkatazo? Umtu unyangwa xa egula, ehanjwa, ebekelwe njalo, naxa eqiniswa, ekusela ezintweni ezimbi.

#### Ukulungiswa kwamayeza.

63. Aqokelelwa njani amayeza? Ukuqokelelwa kwamayeza la ayembiwa.

64. Embiwa nangalipina ixesha? Embiwa, kusasa nasemini nasemalanga, ngokutanda kwenyangi kusebusuku apo angembiwayo.

65. Ayomiswa? agcadwe, abiliswe? Amanye amayeza ayomiswa, agcadwe, agutwywe, amanye ayabiliswa kuselwe amanzi njalo.

66. Lonto yenziwa njani? Amayeza apekwa ngembiza ezikupekwa ngazo ukudla. Alalisa ezityeni ezi kutyelwa ngazo. Enziwa ngendlela eyohlukileyo, kuba xa kupekwa iyeza imbiza ayivalwa.

67. Ayaxutywa namanye? Ewe, ayaxutywa, elinye nelinye ayayekwa apole akuba ebilisiwe. Amayeza la akapindi abiliswe okwesibini.

386 387. 68. Kukonto yenziwayo xa kusenziwa amayeza enje ngamaculo? Ewe, xa umtu epete amayeza uyacula otandayo, anqule amawabo, acamagushe.

69. Afunyanwa njani amayeza? Abekwa njani? Ayanxitywa entanyeni? Kuya <sup>n</sup> vaswa ngawo? Ayashiywa ekaya? Ayafihlwa? Amaye amayeza aselwa ngapaka /amanye.....

s774

K11/40

amanye ayahlikihlwa, amanye kuhlanjwà ngawo. Amakubalo anxietywa emqaleni, amanye ashiiya ekaya, amanye afihlwé (ukubetelelwa).

Imbangi zézifo namashwa.

70. Zibangwa yini izifo? Isifo sibangwa kukuwa kwesibeto, nokwesulelwa ngabanye abantu, izilwana, ezinje ngentwala, nencukutu, nengcongconi.

71. Yintoni ebanga amashwa? Ilishwa libangelwa kukushwatulyelwa ngenxa yokuzipata kakubi. Liyenzeka nje emtwini, nokuba akenzanga nto, ngokuba umtu uyalingwa ngu Tixo ehlelwe ngamashwa.

72. Ehla ngengozi? Ewe, amashwa ayehla ngengozi ezenzekileyo.

73. Ehliswa zizinyanya? Ewe, amashwa ayamhlela umtu ongazilungisiyo izinyanya (amawabo) untu ongenaluhloni uyatshikilelwa zizinyanya abena mashwa.

74. Ayabangwa ngumtu otakatayo? Ewe, amashwa ayadaleka ngenxa yomnye umtu okohlakeleyo (umtakati).

75. Abangwa kukwenza into engeko esikweni? Ewe, amashwa ayadaleka xa ate umtu wenza izinto ekutiwa azenziwa ngokwasemasikweni nango kwaseziteteni.

76. Ukuba umtu usebenza ubugqi bokwenza ingozi namashwa kwabanye abantu kwanziwa ntoni? Xa abantu bepetwe emzini, kuza nywa ukunyanga xhwele. Kuyaqhunyiswa, kubetelelwe kungabikonto ingenayo emzini. Abantu bonke bahlamba ngemiti baqatshulwe lixwele. Kuyanyangwa nasebulanti, kunyangwe nalapa endlwini.

387  
388.

Izifo ezaziwayo, nendlela yokuzinyanga.

77. Izifo:- Igushuwa, isifuba, izintso, umqolo, imilenze nengalo, umtshetsha, ibekelo, intloko, isiposo, isitutwane, inyama - yamakwenkwe, umhlaza, umna, idliso, uqilikwana, umkondo.

78. Kucingwa uba ezizifo zibangwa yintoni? Ezizifo, zibangwa kukudalwa, ulutaketa, ukosulelwa, ukubekelwa, ukwelama, ukutsiba umkondo.

79. Kutintelwa ngadlela ni okukufa:- Ixwele liyabetelela liqumise, abantu baqatshulwe, bahlanjwe ngamayeza okutintela izinto ezimbi. Amyeza ezizifo. Igushuwa inyangwa ngeyeza lokuvasa, kanti neblosteni kuyavaswa ngayo umzimba lo. Ngapakati umtu uyarudiswa, akutshiswe kanjalo ngawembiwayo, awalonto. Isifuba sinyelwa ~~xi~~ imbiza ngengcambu zomqhapi. Emva kokuba isifuba sigatyulwe ngeliyeza, kupekwa eliye ekutiwa bubuvumba. Lipekwe ngo bisi, ke lona lidliwa ngayo. Xa

/inkomo.....

s774

K11/40

inkomo izele yabukula itole, lonkonyana ihlanjwa kwa ngobuvumba, isuke inkomo ilifune itole layo. Izintso nesinqe uka iyeza ekutiwa lugxojana odityaniswa nomakukumelana. Ucinywa ke ngesititibala, afutwe, atotywe. Umqolo lo unyangwa kwangalamayeza esinge nezintso, ekuti ukuba lombiza umtu unyelwe yona ayimncedi, uqatshulwa, afakwe intsizi yenku-bu zonke. ke. Imilenze nengalo iyatotywa ngembiza ka hlahlukufa kuze kuhambe imitambo kakuhle. Akcke nawokusela amayeza. Umtshetsha ngo-kwesiko lesikosa ungumkondo. Kufuneka umtu apekelwe umkondo, iyeza elimagqabi abengebenge. Eliyeza lincedisana noHlahlukufa. Igcihamli-  
388  
389. lo lisctyenziswa ekumtobeni ngalo lishushu. Nomkondo lo, ukwatoba.  
Ibekelo. Obekelweyo, wenzelwa imbiza yokusela ngesahlula - manye, umlahleni, intekwano nemfinyezi. Elesihlanu ngumswane, xa kwensiwa intlanga ezijkeleza inkaba le. Intloko utata umnyama wabahlambeli udibanise nodasibodlela, umgwadise. Xa ingavumi kupila, iyalunyekwa-ngopondo, olufakwa entlafunweni, ulitsale ngapaya wena igazi. Liti lakupuma iti qabu intloko. Uxakaxa lentloko lukutshwa ngozikaxana. (ukugaba ngentloko) Isiposo:- Kutatwa umlahleni, nentekwane, uze ufake isahlulamanye. Intlanga zifakxa ngomswane wegusha. Ugajiswa, arudiswe ngomtshekisane. Isitutwane sinyelwa imbiza zamayeza onke, amane esela qho, arudiswe, agajiswe. Esidala ufakwa ✕ endonya agajiselwe ngasendleleni nasesiqalaneni. Xa sinyangwa umtu akadli nyama, akadli masi, akaseli tywala. Inyama-yamakwenkwe inyangwa ngobuhlungu beramba, nobushwa zixutywe iseze inkomo nokuba ngumtu. Umhlaza unyangwa ngomti onaba pantsi apa emhlabeni. Enkomeni nasehasheni unyangwa ngomhlontlo. Umna unyangwa ngeli lomhlaza kwano kuguga oku kwesalenda la amana eqatywa ngalo ntsizi Idliso unyelwa umtu umakhukhumelane nogxojana asele, ukuze ke umfake umagubula ngentusi ikomityi ibenye yayo Lipuma macala idliso (ngentla nangezantsi) Uqilikwana uyatotywa. Um-twana cnaye uya esigodini, atobe apo, ati, "Qilikwana, qilikwana, puma kum, uye kwabanenkomo" Nengata zebokwe kuyanyangwa ngazo. Umkondo unyangwa ngokomtshetsha.

389  
390.Izikuselo namanye amayeza.

80. Ngawapi amayeza asetyenziswayo ukukusela umzi engozini? Amayeza okukusela umzi ngamakubalo onke edibene, acandwe enziwe intsizi. Kuya-betelelwa ngehagu. Abantu bahlanjwa ngentelezi nenqina lezulu. Kuyacilwa apa emzini jikelele. Bayaqatshulwa, bancindiswe ngentsizi leyo  
/abantu.....

abantu balomzi. Xa kunqandwa intaka (impundulu) kuxhonywa u iyeza pezulu entungo. Amakubalo, uyanxitywa umakhukhumelana edibene nente kwana nosibasitorom ongcambu imnyama. Ngawo kucilwa izili xa lize kakubi.

81. Ukutintela imimoya emibi:- ^a kutintelwa ukuza kwezinto ezimbi ekaya, umtu ogulayo uvaswa ngezinto ezimbi, kubetelelwe, kuchilwe, kuhlanjwe ngamayaza amabi.

82. Ukukusela umtwana:- Uqhunyiselwa kwangala mayeza, afutwe ngawo. Unxitywa namakhubalo okumomeleza xa ehambile. Xa umtwana egongqoke uvalo, kutatwa isitiphu asezwe, kusezwa ngokutata itisipuni yentusi kugalelwu lomgubo wesitipu, lupakame ufokoto. Okokuba isitipu siyahluleka kutatwa isikumba sempofu. Kuqhunyiswe ngase naxa umtwana esandulukuzalwa, uqhunyiselwa ngesikumba sempofu, ukumqinisa kwezizintzimbi.

83. Kusetyenziswa mayeza mani ukuze umtu apumelele kwindaba zotando?

Izinto ezenziwayo ngumtu xa efuna ukupumelela kwindaba zotando, kukugabha umtu akuphe umgqwaliso, ahlambe, aqatshulwe maxa wambi, atambise amayeza entando apa ekungeneni kwenwele nasemashiyini nasezimbovini xa ayayo entombini ayifunayo. Amayeza:- Amafuta entsimango edibene naka Tikoloshe, nempendulo umgubo wobulawo, (ukukuphumdintsi) ekutiwa sisibububi, umhlope lomti, umpsunu ikwa ngowokugaba ukhuphe izote, isibunu selanga, nomwelela nomtshetsha lifike. Awomsebenzi:-

<sup>390</sup>  
391. Utata impendulo ayidibanise nenyamakazi yaselwandle ekutiwa yimbambela zidityaniswe namafuta esandawane. Ngumti wamatamsanqa lo oti ke utanjiswe ngumtu xa eyakufuna umsebenzi. Amashishini onke asetyenzwa ngalomti wamatamsanqa sowuxeliwe ngentla. Amafuta entsimango nawemfene adityaniswe, kwenziwe ke lomti, otanjiswayo apa ebusweni. Ukutandwa yinkosi umtu uhlambu agabe ngobulawu obumhlope, asuke atandwe yinkosi. Nentelezi erwexu nayo iyadityaniswa kulomti. Iyeza lokulima (umbona) Isiphepheto, itambo lehlengezi, itambo lomnenga, zizinto ezfakwa apa embewini, xa umtu ahlwayelayo. Kanti ke sona isipepeto esi siyasilwa. Xa kugqitywe ukuhlakulwa, kuqhunyiswa kwangalo paya emasimini. Iyeza lenkomo kutatwa itambo lehlengezi, libekwe apa esangweni zize zimane zitsiba kulo apa impahla, xa zingenayo ebuhlanti. Ziti ke ezonkomo zilala kwesosibaya zikwelwe, zizale amatokazi xo odwa. Zanda eku kwempukane. Elokudla mba notywala ikwa leli lamatamsanqa,

/eli .....

s774

K11 / 40

eli lisetyenziswa xa efuna ukuba abe nesitunzi namatamsanqa. Amafuta entsimango, adityaniswe naka Tikoloshe. Ayatanjiswa ke ngumtu apa ebusweni kanti wozuza namawonga nokutandwa.

31. Imbali (intsomi) Izibongo.

Intsomi

1. Kwati kaloku intsomi yazinyamakazi zaka isibaya, zagalela utyani. Kwatiwa mabugadwe ngu Fudwazana, zahamba zona zaya kuzingela. Yafika inkalumevana ifuna utyani. Yati ku Fudwazana mabacobacobane. Yacotywa inkalumeva yaggitywa kwaza kwacotywa uFudwazana, wasuke walda 391  
392. yena uFudwazana. Ute xa esalele uFudwazana, inkalimeva yabutya utyani Wat i akuvuku uFudwazana, evuka inkalimeva se imkile, wacopa elityeni wavuma wat i:-

Is : s: sIs :s :sIs :r :rIs :- :- I.r: m: rId :d :d  
 U tya ni be mjama ka zana zo -nke ku dli we yi nkalu.  
 Id : s:- I :- :- Id.m: rId :l :l Ir :d :- I:- :- :-  
 me van ndi te u ku su ka nda la la  
 Id :d :dId :l :lIr :d : I- :- :- I : : I : : :  
 nda la lu bu tho ngo ke mini  
 Id :m :rId :l :lIr :d : I- :- :- I-: : I : : :  
 vu ma ni ma do da u hum  
 Id :d :dId :l :lIr :d :-I- :- :- I-: : I : : :  
 vu ma ni ma do da u hum

Zite zizakulwa zeza ziqinisile, lesuka latshona eqweqwani (isisikumba esisorundo) Zasuke zalutata zatujula kude. Kwatiwa makugade umvundla, Yaphinda inkalimeva yafika yati, "Masicobacobane mvundlozana". Yati kwa yona, ndimqali" Yacotywa inkalimeva, kwacotywa umvundlazana, wesu-ka walala umvundlazana. Yahamba inkalimeva yaya kudla utyani ebuhlant elele umvundlazana. Ute evuka, wavuka selengeko unkalumeva. Waya kucopa ematyeni, wavuma kwala ngoma ingasentla ibivunywe lufudd iti, "Utyani benyamazana zonke" njalo - njalo. Zeza ziqinisile zafika zawudla umvundla. Kwatiwa makugade uDyakalashe, wagada ke. Yafika inkalimeva yati, "Masicobacobane, ndimqali". Walala udyakalashe n yabutya inkalimeva utyani wavuka uDyakalashe selengaseko unkalimeva Wahamba waya kucopa ematyeni wavuma kwalangoma yofudo. Zeza ziqimsile wabaleku. Dyakalashe ukubheka entaben. Yati inkosi yazo "Kudala ndisiti mandigade" yada yesuka yavunyelewa". Yafika inkalimeva yati, 392. "Masicobacobane" Yazilalisa inkosi. Yati xa inkalimeva ibutyayo yesu-ka yayibamba inkosi yayikuleka. Yahamba yaya kucopa ematyeni yavuma

/lengoma.....

lengoma yofudo, yokubiza inyamazana. Zati inyamakazi zakuyibona, zahleka zaqokelelana zonke zaninzi, zaka ḥ idami lesamente. Wati uDya kalashe, "Uxolo, babhemu, ndisaya ebukweni bam". Zati zona, "Uyaxoka Dyakalashe, akufuni kulaka eli dami". Wati ke yena, "Lakeni kakade asobe ndisele, ndifuna amanzi abhetele kunala". Zamyekake, zalaka idam elo, zaza zatandazela imvula, yaneta, yayileyo yatenga iswekile yesheleni zaggiba, zafaka umqobo, ziti xa zizakusela, ziwadunge abene-swekile, abemandi. Wehla uDyakalashe ekalisa inkinge. Kwatiwa makagadwe ngumvundla. Wafika uDyakalashe wasela. Kwati tu indlebe ka Dya kalashe apa eludinini lamanzi, wesuka uDyakalashe watana mbende Nomvundla wawubeta. Kwade kwapelela kuwo intswazi ezintatu, wada wabaleka uMvundla. Ubalekele ezinyamakazini, ezesuka samwa ngentsini. Kutiwe makugade urudwazana. Wesuka uFudwazana wagada. Wati akuya uDyakalashe wambamba uFudwazana. Ke waxhonywa emtini omde kwacolwa inkuni, kuba kusitiwe uzakutshiswa. Ute uDyakalashe elapo, kwaggita umvundla. Wati uDyakalashe, "Jingi - skopujingi skopu". Wati uMvundla, "Mfondini, kumnandina apo?" Wati uDyakalashe, "Kumlisa nawe". Usuke umvundla wamkulula, waza uDyakalashe wabopelela umvundla kulomti. Ute uDyakalashe xa emkaye, eshiya umvundla," Undincedile bendizakubulawa. Zifi keke inyamakazi zamkulula, akuxela uba uqatiwa ngu Dyakalashe. Phela phela, ntsomi.

393

394. 2. Kwahlala, kwahlala kwayinkomi, yangu Ngombane namaqabane ake. Wati uNgombane ukupuma kwake esutwini, "Tata, ndifuna ukuzeka". Wati uyise, "Kulungile nyana wam, ungazeke". Wahamba ke uNgombane namaqabane ake, bayibona intombi kumhlaba okude. Wayitanda uNgombane, wayizeka. Kwalile xa babuyayo nayo, ati amaqabane ka Ngombane, "Ngombane, hamba siye kubeta neziya intaka". Xa besetafeni kwaluncwe wati uNgombane, akanakushiya umtwana wabantu, engalazi elitafa. Amcenga wada wavuma wamshiya pezu kwesiduli. Ate xa ekude ehamba ebeta intaka, kwavela imbulu pantsi kwesiduli yati, "Masibolekane impahla ezi." Wala omnye, yaza yamngxamela, wati ngokoyika, wavuma. Yamtata, yamfaka pantsi, kwesiduli kwahlala yona ngapezulu. Kute kunjalo, bavela o Ngombane wabona okokuba uNgombane, asinguye umfaze wake lowa esekude Avuya amaqabane ake akumbona ukuba asinguye. Waye ke yena uNgombane sekalele wemka. Wafika kowabo, wangena ebuhlanti, wahlala, aye amaqabane ake emtatile lamfazi uyimbulu, eza naye apo kowabo kwafika

/intaka.....

s774

K11/40

intaka zamrumba lomfazi wokwenene ka Ngombane. Baye besiti abaya, o-yena mfazi ka Ngombane yileya mbulu. Waye esiti yena asongomfazi wake lo. Kwati kunjalo, zavela eziya ntaka zihamba nomfazi ka Ngombane wokuqala. Zavela zibhabha pezulu, zivuma, zisiti:-

Il :s.sI- :- Ir :d.dI- :- Il :s.sI- :- Ir :d.d I- :- Is :s.mIr.r: d.d  
 Ngombane      Ngombane      Ngombane      wamluyu Caca Zela  
 Is :s.mIr.r :d.dIm : r Id-  
 Wamshiyu Cacazela umkake.

Waye uNgombane enodade wabo ekutiwa ngu Bubhubhukwana, eng'kwazi ukuhamba. Waye uNgombane engadli. Wamcenga udade wabo ngenye inuni esiti, "Yidla Ngombane". Zafika ezintaka apa ekaya nalomfazi unguCaca zela. Zati zakufika, wafika wasebenza. Wati lomfazi apa ku Bukubhukwana, "Ungake undixe" uBukubhukwana wayeshiyek yedwa ekaya, abantu beyokuhlakula. Zapinda zafika ezintaka uNgombane wayesemasimini. Zapinda zacula kwalengoma ingasentla. Wesuka uBukubhukwana ngokubona ukuba umtakwaba akadli. Lembulu ikona. Wasuka uBukubhukwana wamxelela umfazi womnakwabo xa be kubazwa lomtu ulungise apa ekaya. uNgombane wesuka walilahligaba emasimini, akuva ukuba nguye lo usekaya waza kumlindela apa ekaya. Zafika intaka ezo kezihamba naye. Wambamba. Pela pela, ntsomi.

#### Izibongo.

3. Ezebhayisekile:- Finishi, maKolonachwarile, mtaka Mbenyana ndatsela ndilimondo, ndabeke nchazeni. Wankuntuza umfazi, kantugushe luku pantsi kwengubo. Wakalu Nompongo uhla & ndaluka kanti ukaliswa ngumKontusisisishunqu. Nditsho ke njembe Krem - Krem. Kufayifi bekile. Kukroqa kamcepe, kumafela phati dikazana akunani.

Ezehashe:- Ngumawucula, isisu sam siyashukuma siyaxixuzela. Kumanjele inkawu. Ityala latetwa ngu Nonantse, imfene zingeko, zibheko esihewuleni. UmXosa oxhentse kwa Mzilikazi wade wayintotololo. Uqo-nqotintonga, into engapakati engazukuyinika mtu. Nqandoni, ungapants yaqatwa ngu Ngaphezulu, kutshiwo kubantu beditene ngo Tando emfuleni. Ndaqabela eQumra, ndabuyelela, kanti ke bengiquba mampondo ndiwasa emhlangeni. Zemka inkabi zabheka eKhimbili zabuyelela, zabeka eKepu-Tawuni. Ubupika ntonina Gosa ndawu-mbini, into eyagosa kwafaneleka. Yagosa kwa Mntengwane yaza kugosa kwa Mhlontlo, baye biyo kwaza ku Mlengane nase Qankeni, besiti, "Ihlome yahlala mtaka Mfundisi".

/Ihashe.....

Ihaske Lomdyaro:- Ngunkomo zimnyama, usangxa sam siya wula, sibeka kwamakulamahlati. uBikitshano Bemba. Nguza bemsukela ehlatini ku Heteze. Umpundu mazekamo, zidedisubulongwe pakati kwempundu. Ajajile amampondo kwaMzilikazi. Nguggishela ngeqaga. Yinkwenkwe endala eyase Nyandeni Uh h h! Umtu onesifombo uyahlupeka, ubelekumtwena enga tandi. Indoda enendevu iyavuya xa izakusenga kuba kumhla mangqongaza kuwa ilanga. Ulandulageqize kanti utywala buphelile ekoyini. Nditsho ngokuciteka kwebhekile ukubeka emadoden. Nditsho kuwe <sup>u</sup> zimelitokazi ntaka zetwatwa, untini mtaka Thwayi. Tyapungabi namazinyo into zabant<sup>u</sup> ngowuzenzakalisa. Bademarubeni, sikova sinetyala, ngada ziyinityayitya.

Ezenkabi yenkomo:- Botanisi, meleka batsha bantu bako, nodlele-ndlini, mtunzi omnyama ziwubalekile, mbolebomvu yamaKosa, intsimbi ka Godini enditshisumqala. Gxekumbengwestokweni.

Ezemazi yenkomo:- Nomnkonka, nditsho kuwe Nomnkonka. Mlunu ofukuta imbila, nditi zemka, ndayibiza yasabela ingapesheya komfula, ndati xego lesapor alisapumi nentwana yomhluzi, nditsho kuwe mtaka makroza, ndakubiza wasabela ndaye ndisiti, "Onyamatole" Mhlopekazi oka nyemadizeni.

Inkunzi yenkomo:- Banabasi, mLungomnyama otengela amaggokoma, nditsho kuwe culukunyatela, mtomde womLungu. Nditsho kuwe ke goba nobambo nolwempetwana. Ndikala kuwe ke ngolosembeni. Roxa Nomnkonka mLungofukutimbila. Nditsho kuwe Cezemdale, Krexenge likawetu lindibuzukuvasa ngokundilele nomtu wam ndodwa.

Inkwenkwe evayibete intonga:- Balangile, ngqolebomvu yase Bungen: Nditsho kuwe maralazincame, kuda kupume nentshebe, nditeta nawe kadelumvubo mtaka Vubomdaka. Pilo na? Temba lake kumaledi (Inkwenkwe ka Buzani, uNtuluza).

5. Izilo zasendle azibongwa. Imfene (ike ibongwe kuba kaloku yona iyafuywa nokufuywa njengeqegu) Nguqaqambashe yintemaziny'amhlope nawomhlati ngumbona kade benikile, nditsho kwisikwebu esinle esibhuzubhuzu. Ngumbona kade bemkile, nditsho kuwe nkunzeyapuka ubuso. Nditsho kwinkunzi eti ukupala ixele uNonkala ebheka emlanjeni. Ndikala ngomabonabulaw, kwinkunzi eti sakuba lixhego ibetwe ngezinye bati baya yinzanzisa ipinde ibe ngumtwana. Nditsho kuvalokoxeka, uGawulema - bheke-bheke kunkanyezi yehaga. Kutshafu kunagwala ayangqingqa. Kutshiwo

/kwinkunzi.....

kwinkunzi edla ngokuyisukela, kuzulu liyazongoma. Kuguda lentombi lifele endoden'i kumtabata, kwilima lasemalanga, uti nobengatandi aqabuke selepakati Ncincilili!

6. Izinto ezilinywayo Azinazibongo.

7. Imilambo:- Ewe! UmBashe ne Nciba ziyazalane. Drisha ebadi uyeke le inkone, ngokuba lenkomo inkone yinkomo enokutsala. Kula sihlahl sizo kugawula intonga. Isilo sam sendaba nditsho kuwe ke Evelina ntombi yase Zilandani. Nditeeta nqengawukazi enkulu, xa nditshoyo. Nditsho ku Nongogo kwintombi yelokishi, nditsho kuwe Misitilesi yeka ukujonga kwicala lika Titshala esikolweni, fundisa abantwana. Kwakudubula iponti enamehlo ukuba uyakujonga kwicala lika Titshala. Uyakulifumana ixesha lokupumula esikolweni.

Intaba iyabonwa kuba iti imboni yesizwe, "Intaba ka Ndoda yisikeleleni, Intaba ka Ndoda yitamsangeleni Nditsho kuni zizwe zaselu Hlanzeni, nditsho kuni zizwe zasema Xhoseni."

Induli nendawo:- Pezu kwe Ngcolora (umlambo) e 18 apo kubotshwa ishium elinesibozo lentulo. Apo ziruqa ufudo kubhexesha uxam, kukokele isele elinemitsi eluhlaza. Ibleki ibanjwe ngumonkala, watshayeleta uNoplatana. Apo kuko into ka Tshukula emdaka egama nditi kukwaphuka kwentonga. Into eyakubeta kwa Hala otuka amaruda eNyandeni, azonwaya izinen ajonqise nqasontshonalanga kumhlabu waku Tsolo. Ndiya hlulela zinkosi kumhlabu ka Lize kwinto ka Makalima. Kwateta amagqiwira ati intsiza mazifike zonke bazokushiyeka bejabula into zonina. Kwatiwa mazibuye izitebe zize ebantwini. Kwatiwa intsizwa mazife zonke, zazisitsho ku bomba kufe itole, into eva kakubi ngentliziyo, into eyesuka yayeka uku fungwa zintombi zakowayo. Into eyesuka yafungwa zintombi zamabaca nezamandebele. Into eyayililolo kumhlabu waku Tsolo, into ekaya likud kwesika Bemfile. Into eyayihamba nento ka Mapeka.

8. Inkomo:- Inkomo ziyabongwa, sizibongile kumbuzo we 4.

Izitve nezixobo.

9. Umkonto:- Ndandinomkonto wam, ndiyinkunzi yenkwenkwe. Ulutana lawo lulufutshane. Kwakuti xa kuzakuqubisana amakwenkwe akwa Gaduka nawakwa Maongo, kwaye kuko inxele lakwa Mangqwambu, eTabase. Kuko eka Mdala kwesika Maongo. Saqala ukuqubisana nqosikisi ekuseni, ndat ukugqiba kwam ukuwukulula intsimbi, ndawukuza umkonto wam. Ndati mna "Ibhunga lamafengu nelame Xosa liqabalakile," kumhla ndake ndibone.

/Ndawujula.....

s774

K11/40

Ndawujula pezulu wamila emtwini, ndati ukuwukuza kwam, "Umhlaba uhlange," balakadudu umhlaba olala intaka, ndati mna malalazijule scinge izono zikanina, ndati mna lashukuma ihlanga kusakuba semnyameni, kumfazi ongumtakati, ndabiza abafazi bentlanganiso, ndingowembola, bati bosakutiza igama elikulu ndabuza ukuba ~~x~~ nitsho nonke, na? Ndapendulwa<sup>a</sup> ngumfazi wamnye, wati, "Lento undibuza lonto, iBayibile uyayazine"! Ndatsho ndisiti mna, nifanele ukuyibuza lento kuba nimanukuti nigqobokile. Ndisuke ndeva kusitiwa benditwele umtu efile nisilwa ngamatapi-le, wati akuti ndilixoke ingaba inkunzi yempundulu le ikuyekile ukudla kwayo. Ndati kuwo Uh-h-h! ndiyaggibelisa kunyaka ozayo sendalukile.

10. Uloliwe:- Basela Wili, nditsho kuwe Makhwekhweta. Hamba nati mfondini sise eRautini Mbobeni dukemtayini, nkonyokazi wenkomo zakwa Zulu nezasemamiyeni, ndisabele ndayeka zigongwezidala zokuhla ubutuvu. Ndikala ngawe ke mqolo wenkomo zenyanda. Mafungwa zintombi ze Japani nezom Hlanga. uJujuju maqegu amdaka.

Imoto:- U - - yapuma inyoka emnyama yasemLungwini, emavili mane. Ilayishe uNkosi no Nkosikazi, beyakulona umhlekazi omhle. Bayibona ingqangqasholo enkulu, ubhelu oluhle into engati size ife Sayibona ingqangqasholo enkulu. Nditsho kuwe moto ukulunga kwako kufana nokwe-zulu.

11. Izibonzo zabantu:- Ngumbobeni, ngu Dukemtayini Ngutywala betiki, ngumsukuza ndiyanya ngumtaka Totisa. Nditsho kuwe mbobeni, nditsho kuwe dukemtayini. Nditsho ndisiti, yiyo le mtu mdaka unje, mtaka Mapeka. Wapuma kunye nobulongo mhla wazalwa ngunyoko. Nditsho kuwe beleka ~~it~~ itanga ungenatanga. Nditsho kuwe mbombo ukukutuka. Nditsho kutafa lentwala ngumilubulo. Nditsho ku Ngxwashula kwinyawo legqwira lubi emzini. Nditsho kumagqwira ayaqubana. Nditsho kwinkunzi emdaka yase Tolweni.

<sup>399</sup>  
400. Inkosi Julius Makalima:- Ah! wena kalipa elikulu ela Dabula amanzi, ladubula amanzi olwandle olubomvu. Nditsho ku sapula mkala kuvele mkala. Wena mahleka aqekozeke esakuva kusitiwa intombi ibulisile Ndikala ngo Nomkoka umLunzu ofukuta imbila. Uyixamla nje, uyayipekuza mfa ka Bushula. Sowovela kude nakude tole lenkunzi emdaka yakwaNguni, wena bakukuza ukuhlab' ungekahlabi luto. Wena mqokozo onzima ongatwa-lwa dyongasi, wena wajama futi ungaJamele mtu. Kakade wena Madlambula wawuteni ukusuka ubange ude ugqitise ulibale uba umnikazi ndawo ukona.

/Nditsho.....

Nditsho kuwe intaka Bushula omdaka, uze ubapate abantu bako bakufanele. Sinnika!!

Intsokotela nemizekeliso.

12. 1. Rayirayi, ndinamtu wam upala angayeki. Ngumshini woku-tunga.  
 2. Rayirayi, ndinamfundisi wam wase Tshetshu:- Yi Ngwamza.  
 3. Rayirayi, ndinangxowa zam zine somgubo, xa ndifuna ukuzicita ndiyazicita:- Yimibele yenkomo.  
 4. Ndinamtu wam, ndiyanaye emlanjeni emkulu ndibuye epepile, okanye emncinci:- Isepa.  
 5. Ndinahashe lam litsiba indon a zihlangane:- Inaliti.  
 6. Ndinazinja zam zine ababhaku mabini nengqe zimbini:- Amavili enqwelo.  
 7. Rayirayi, ndinahashe lam alipali linrenamsila:- Inaliti.  
400  
401. 8. Ndinazinja zam zinabini, ngambaku omabini:- Ngamavili esikotshi.  
 9. Ndinanyoka yam iluma nqomsila:- Isabhokwe.  
 10. Ndinabantu bam banxibe impahla ezimhlope, neqiya ezimnyama:- Imicinga ye matshisi.  
 11. Ndinamfo wam ujingga eliweni:- Isivingco seselwa.  
 12. Ndinabantu bam unqabatuma napina babuye ngoku:- Ngamehlo.  
 13. Rayirayi, ndinahlati lam lihlala lihlale ligawulwe zinwele.  
 14. Rayirayi, ndinakehlekazi lam lifa libhinqile:- Umtshayelo.  
 15. Ndinabantu bam bayapikisana:- Inyawo.  
 16. Ndinanto yam, "Tyini pi?" Yintakumba.  
 17. Ndinato yam ihlanza ngezantsi:- Intluzo.  
 18. Ndinamtu wam uzimbambo wonke:- Isongololo.  
 13. Imizekeliso:- 1. Inkala ixinge etyeni. Xa umtu exakwe yinto kuye kutiwe, "Inkala ixinge etyeni."  
 2. Isagwityi esivuka mva sibetwa zizagweba. Umtu ofika kade noyenza kade into, udla ngokusuka sekusemva.  
 3. Usana olungakaliyo lufela embelekweni. Umtu oti xa efuna into engateti akanakwaziwa into ayifunayo ke aiele kokokungateti kwake. Njengosana lubelekwe ngunina uba alunakukala alunaze laziwe uba lulambique.  
 4. Isala ~~kwy~~ kutyelwa sibona nqomepu. Umtu owala ukuxelwelwa, ongevayo uyenzakala, otuke sekukubi, esenzakala.

/5. Wapuma.....

s774

K11/40

5. Wapuma uHili engcongolweni. Xa into ibikade ifihlwa, ize isuke weliswe kwangabafihli bayo.
6. Amaputi ahlatinye:- Abantu abavanayo.
7. Intambo netunga:- Abantu abavanayo.
8. Ukwanda kwaliwa ngumtakati:- Yinteto yokubulela xa umtu ekwenzele  
into. Umbulele ngolohlobo.
9. Ukukawulela inkawu ziyakusela:- Ukuyingxamela into eseza kwenzeka
10. Unzakwazi unfekapumi ehlatini:- Kuku'i usaxakekile usuke utete ngezinto zamaka sowupumelele. Kanti mhlawumbi uzakubuya ubambeke kwa-kulongxingwa.
11. Akuko nkanga idubula ingeti:- Nokuba umtu ufilelele kumgangato opezulu, umelwe kukuba aguge ete kanjalo.
12. Umazi wendlela ngokhe ayihambe:- Okokukuti, umtu uyayazi into owake wayenza, aze ati kanti kutetwa nja ngomnye abe selecinga ngawake amava obubi abenzayo.
13. Isihlangu siviwa ngumniniso:- Umtu obaziyo ubunzima akubo ngumni ni ndaba. Omnye akazoze ade ayiqonde ncam, into ekomnye.
14. Cugu lingabalikulu umbombo uyaqosha:- Umtu xa enebhongo lento etile ize ingapumeleli ebezimisele kuyo kakulu, enegugu ngayo.
15. Apo kuko utando, kuko indlela:- Xa abantu ababini betandana, abakwa kukuziqluba imfuno zabo, nokuba sekumi banina nqapambili.
16. Imbulu yaswela umsila ngokuyalezela:- Umtu oyalezayo angayi kuzibonela uyaposwa, ade onakalelw.
17. Unonkala uzala omnye unonkala:- Umtu okohlakeleyo okanye olungi-leyo udla ngokuzala umtwana ofana naye.
18. Ukumbeta umtu neemfe ipindiwe:- Kutetwa ukuba umkohlisile, umxolisile, umtetetele into engenanyani.
19. Inyosi zingasuzela zeke zityebile:- Xa uzuzana nobunzima ufunat into, yazi ukuba lonto inexabiso ke kunzima nje ukuyifumana.
20. Uya kwa ntsongwanyawana:- Kutshiwo xa umtu efile kutiwe, uyile kwantsongwa - nyawana.

### 32. Umculo, Infoma, Ukuxhentsa,

Izinto ezikalismayo zokombela.

1. Umrube, uhadi, 2 uGwali, inkinge, 3 Aziko ifleyiti.
4. Isigodlo sopendo lwenkomo.
5. Amagubu, ingqongqo.
6. Inkahla, nesiwahlana setoti yamaggira.

/7Aviko

s774

K11/40

7. Ayiko.
8. Amaggira wona abeta amagubu. Emfazweni kubetwa isigodlo.
9. Akuko zimbi.
10. Incaza yazo nganvei- Umrube uvela entla apo amafengu ayesuka kona. Zaziko ezizinto kwalapo. uhadi luvele nesizwe esi. ugwali nalo laluko kwasentla apo amafengu ayevela kona. Inkinge nayo ngokunjalo yadaleka kwasemivelini entla. Isigodlo sadaleka kwasemvelini yesizwe. amagubu akwavela entla nohlanga. Inkaca zibako kwase ntla apo isizwe savela kona. Isiwahlane setoti siqale kweli lase Mbo kuba entla kwa-kungeko mtu wayesidla ngezitoti ezizinto zenziwa ngazo.
11. Zabolekwa kwabanyeabantu? Zonke ezintambula zavela nabantu, azi-zange zibolekwe napuna. Zidalwe nohlanga.
12. Uhlobi lokwenziwa kwezizinto:- Umrube ukwenziwa kwavo, kutawa uswazi lozingati nokuta luhlolo lugotywe kwenziwe isapeta esidityaniswe ngojiko. Umcinga wesiqungu ke wona, uti utatwe, kubetwe ngawo kolo jiko. uhadi lwenziwa ngombanga-ndlela nangesiduli, nangeselwa elivule umlomo wamkulu. Liggojozwa apa ngapantsi, indawo yokufakwa entongeni, kwenziwe inkata yokuba lingati nca entongeni zelite nokukala. Libetwa kwangomcinga womqungu nalo. Ugwali lwenziwa ngengcongolo, kufakwe itshoba lehashe. Itshoba lehashe lifakwa engcongolweni kwelinje icala eyenziwe uhlangana oluncinci. Kwelinje icala elitshoba lifakwa elusiben iweranisi olugqojoziwego. Inkinge yenziwa kwangengcongolo nayo, netshoba lehashe, kodwa ke yona akufakwa lusiba, iyaqhinvwa macala onke 403. Isigodlo senziwa ngopondo lwenkomo, isigodlo esidala senkunzi nokuba likwange, okanye yinkabi yenkomo. Isigodlo esi, siyavalwa kwelicala likulu, ngeceba leselwa. Kuggojozwa apa pakati indawo ekuvutelwa kuyo xa sikaliswayo. Amagubu ukwenziwa kwavo, kutunwa ufele macala onke lube ngakuva. Luti ke ofufe lwenkomo lakoma lube godololo, ngqong-qololo lulunelwe ukubeta lungonjwe lenze ingxolo. Inkaca ngumti uya-xoty ulwa intswazana ezi zavo zidityaniswe, zifakwe apa ema nqineni. Ziti zakoma zikwahlaze zenze ingxolo xa umtu axhentsayo. Isiwahlane kutatwa itoti kufakwe ~~maxim~~ uhlalu namaty e iggojczwe umtu ayibophelele emanqineni. Yenza ingxolo ke kwango hlobo xa umtu axentsayo.
13. Zenziwa ngamadoda? Abafazi? nokuba ngabantwana? Umrube wenziwa ngabantwana (amakwenkwe namantombazana) uhadi lwenziwa ngamadoda kwanza bafazi. Ugwali lwenziwa ngamadoda. Inkinge yenziwa ngamadoda.

/Isigodlo.....

Isigodlo senziwa kwangamadoda. Amagubu enziwa ngamadoda nabafazi abangamagqira. Inkaca yenziwa ngamagqira (abantu abatwasayo) nokuba lulu-pina uhlobo, amabhinqa okanye amadoda. Isiwahlane senziwa ngabafana xa kugujwayo.

14. Indlela yokubeta:- Umrube ubekwa emlonyeni ubanjwe ngesandla umtu ahlikihle ngonicenga ngesinye isandla. Uhadi lubekwa esifubeni, lubetwa ngeminwe. Ugwali lona luvutelwa ngomlomo, lutsalwe umoya ngomlomo. Inkinge ibanjwa ngesandla, ibekwe emlonyeni. Isigodlo sibanjwa ngesandla sivutelwe. Igubu lona ligangxwa apa esifubeni ngentambo ya-lo. Inkaca ayibanjwa, inxitywa emanqineni. Isiwahlane naso sibotshe-lelwa emanqineni.

404  
405. 15. Indlela zokuzibata:- Umrube ubetwa ngomcinga apo kolocingwana lawo. Uhadi xa lubetwayo lubetwa ngomcinga nalo. Alufakwa mlonyeni, ~~zimukulewaxxxlumkuhuxahimizaxxxhahimkayxxxxfikxexifakxaemionyenik~~ kusuke kubekwe iselwa ebeleni. Umtu amane ekinqeza apa kolocingo lalo uGwali xa lubetwayo lufakwa emlonyeni, aluvutelwa. Umtu uyalubizela xa alubetayo. Inkinge ifakwa emlonyeni ibetwe ngosiba apa kulentambo yenziweyo ngetshoba. Isigodlo xa sibetwayo siyavutelwa kulo mgqojana wenziweyo kuso. Igubu liyabetwa ngentongana zalo. Inkaca iyazihloko-mela xa umtu anyatelayo, engqisha, exhentsa. Isiwahlane naso siti njengokuba sifakwe apa emanqineni, sizihiokomele xa umtu asinayo.

16. Zibetwa ngobani? Umrube ubetwa ngabantwana, amakwenkwe x nama-ntombazana. Uhadi lubetwa ngamadoda nabafazi. UGwali lubetwa ngamado da nabafana. Isigodlo sibetwa ngamadoda nabafana. Igubu liyabetwa ngumfana, intombi, indoda nenkwenkwe xa ngaba utwasele ubugqira. Inkaci nayo ayiketi nawupina xa etwasele ubugqira. Isiwahlane sibetwa ngabafana besenzela umgubo.

17. Inani labadlali:- Ezizinto zidlalwa ngumtu abemnye ngelake ixesh-Wumbi ufuna ukubhe adlale udlale ngelake ixesha yedwa.

18. Zingadlalwa kunye xa infulowo uneyake? Ewe, ziyadlalwa kunye xa umtu efuna ukutshatshela, ukuti iyake inkinge ~~ng~~ ingazigqumelela eziny-

19. Ziyadityaniswa ezingafamyo? Hayi azidityaniswa ezingafaniyo, kuba enye ingatshona kwezinye, okanye zisuke zingevani (discord of keys)

20. Ziyapelekwa ngomculo? Ewe, kwezinye kuyavunywa ngumtu ngomlomo, kodwa inkinge, nomrube, nogwali azinakuvunyelwa zona, kuba zibetwa ngo mlomo.

s774

405

406. 21. Zidlalwa ngamaxesha atile? Zidlalwa nje naninina kanti amagubu abetwa ngamaggira xa enentlombe. Isiwahlane sinxitywa xa kuko umjadu (umgubo).
22. Zisetyenziswa kwinto ezitile? Kwantonjane luyabetwa uhadi kodwa xa kusemdudweni into enxitywayo ziziwahlane nenkaca emagqireni.
23. Zibetwa naninina? Ziyabetwa naninina kodwa uhadi ludla ngokubetwa ixesha elimameleka kamnandi. Kwanenkinge ikolisa ukubetwa ebusuku.
24. Zisetyenziswa ngabantu abatile? Ewe, ezizinto azibetwa nangubani Zinabantu bazo ezibetwa ngabo amacule azo.
25. Ingoma yokadi:- Ngu Magwaza, nomandwandwa, no Mzi kazibulale.  
Ingoma zogwali:- "Yinkumandeni apo ilizwe laxola kona ne Ntsukantsuka, "Ipi" impi naziya mqali wendaba."
- Ingoma zenkinge:- "Ingwanemfutshane" enye ke Ngabaqali belizwe "Ukade sibafuna, nanku naye".
- Ingoma vesigodlo:- "Mabeze bonke, ilanga liyatshona."
- Ingoma yegubu:- "Inyamazana", Ingwanemfutshane.
- Eyenkaca nesiwahlane:- Kuvunywa ezomgiyo oSukundikataza Zwelinjani", Hamba, hamba no Zwelinjani. "Uzintshaba".
26. Kuko ngoma zintsha zibe zivunywe ngamanye amaxesha? Ewe, umtu uti akuva iculo elitsha kwelinye ilizwe, alitate, azokulibeta kule yake into, abe selelifakela izinto zake, elenza ingoma yake entsha.
27. Kufuneka umtu eqequeshekile kulongoma xa eyibeta? Ewe, umtu kufuneka eziqheligile ekuyibeteni ingoma entsha ukuze ade ayibete kakuhle.
28. Kubako geqesho lutile? Uqequesho alu alenziwa kunye xa kuzakubako umnyhadala. Elowo uzenzela olwake ugheliso yedwa, xa ezakuya emnyhada-leni.
29. Kuyakutshiswana? Ewe, kwantonjane kuyakutshiswana ngohadi, nange.
406. nkinge nangogwali.
30. Banabo abakokeli? Abafundisi? Abageqeshi? Yintoni umsebenzi wabo' Hayi, akuko bantu bangabakokeli, nabangabafundisi, nabageqeshi. Kusuke nje kuvele icule nje libalaseleke, kanti nomnye ngokubukela kulo ulicule, usuke avele abe yinto ngobunto bayo naye.
31. Umtu lowo ke uhamba edlala abhatalwe? Hayi, akuko bantu ngezi zinto.
32. Abadiali benye indawo bayahambela kwenye? Hayi, umtu ubeta elali ni yake angati sa kuba nakwezinye indawo zikona ezalapo ingcibi.

/33. Ngasipi.....

s774

K11/40

33. Ngasipi isizatu? Akuko sizatu sikoyo kulonto kuba ayenziwa into yokuya kubeta kwezinye indawo.
34. Akona amagama ezintsukumo bazenzayo? Ewe, kuko ukusina, ukuguya ukuxhentsa, ukutshila, ukutyityimba, ukuqamba, ukududa, ukutyuluba, ukutyatya (kwamakwenkwe) ukungqungqa (kwabafazi, ukuyeyezele ukuzetula (ukugixa).

Imixhentso.

35. Intlobontlobo zemixhentso:- Zininzi intlobontlobo zemixhentso ezizweni apa.
36. Amagama emixhentso:- Ukusina, ukuguya, ukuxhentsa, ukutshila, ukutyityimba, ukuqamba ukududa, ukutyuluba, ukutyatya, ukungqungqa, ~~mi~~ ukuyeyezele ukuzetula (ukugixa).
37. Ixhentswa ngabapiabantu? Ukusina ingodwane kwensiwa ngabafana namaggala. Ukuguya kokwabafana namaqina, amadoda. Ukuxhentsa kokwabafana na madoda amakulu (izinxiba mxaka) Ukutshila kokwamakwenkwe nabakweta. Ukutyityimba wonke umtu xa enza lemixhentso yonke usuke atyityimbe ngenxa yokutamba komzimba wake xa enza lomxhentso awenzayo. Ukuqamba kokwamaggira onke, nokuba ngumtu oluhlobo lunina (ibhinqa okanye indoda). Ukududa kwensiwa ngamadoda la angamaqina, nabafana baya-  
duda. Ukutyuluba kokwamaqina apa emadoden, ifike indoda ityityimba izipika. Ukutyatya kwensiwa ngamakwenkwe. Ukungqungqa kokwabafazi kanti nentombi zifunda ngoku zisezintombi. Ukuyeyezele kwensiwa ngabafazi namadoda. Ukuzetula (ukugixa) kwensiwa ngamakwenkwe.

407  
~~408.~~

38. Izizatu zokuxhentsa.

Ukusina kwensiwa xa kupuma intonjane.

Ukuguya kwensiwa xa kupuma amakwenkwe.

Ukuxentsa kwensiwa xa kuselwa utywala emgidini nasemjadwini  
Ukutshila, kutshila amakwenkwe xa engabakweta.

Ukutyityimba amakwenkwe atyityimba xa atshotshayyo.

Ukuqamba kuqajwa xa kuko intlombe yamaggira.

Ukududa kududwa xa kuko imijadu (umduido).

Ukutyuluba kwensiwa emdudweni wokutshata kwentombi.

Ukutyatya kwensiwa emtshotshweni ngamakwenkwe.

Ukungqungqa kwensiwa kwantonjane ngabafazi.  
emgidini yabakweta abatshilayo.

Ukuyeyezele kwensiwa ~~KWAMAKWENKWE NGABAFAZI~~

Ukuzetula kwensiwa ngamakwenkwe emtshotshweni.

/39. Yenziwa.....

s774

K11/40

39. Yenziwa emitshatweni kupela! Wona ✕ umdudo ngowomtshato kupela, kwezinye izisusa zokonwaba iko imixhentso eseles ixeliwe ngasentla.
40. Yenziwa xa kulusizi? Xa kulilwa? ngapambili okanye emvakwe mfazwe Akuxhentswa xa abantu belusizi naxa bavela emfazwani. Xa besiya emfazwani kwenziwa umguyo ngamadoda emfazwe.

Ingoma.

41. Zingoma zina ezombelwayo? Ingoma ezikoyo, zingoma ezombelwa kulemixhentso sele ixeliwe ngasentla. Ingoma ka Mhala yeyomdudo. Ikwatyu lelomdudo kanti nomtshilo. Umdudo iwunywa xa abafazi besina. Emguyweni kuvunywa ezomgubho. Emngungqweni ngu "Nongabe." Eventlombe ngumhala ingoma ka mfi. u"Nontwayiyo." "Unentetuvela pina ulila nje". Ezomgubho:- Ngo "Sukundikataza Zwelinjani", o"Zintaba".
- 408  
409. 42. Amazwi engoma nencazelo yawo:-l.Ekamhala, Ho hawu masigoduke ba-fazi balendawo. Huyi he - he - na he. Ho hawu henana! Incazo. lama-zwi kuya qhutywana xa limkayo ukuba makugodukwe - amadoda aquba abafaz bawo.
2. UNontwayiyo:- Amazwi wena nontwayiyo ✕ wewhawena Nontwayiyo wewu-ha. Incazo ateta ukuti wena uyakuba yinto oyiyo.
3. Inyamazana - amazwi:- Ohayi inyamazana ho hawu. Incazo sibonga ibokwe emhlope esiza kuyidla.
4. Unongabe - Amazwi:- He Nongabe masiye eGoli, masiye e goli Nongabe Incazo kutsho umfo ofuna ukuhamba efuna umhlolo wake amtandayo ukuba emke naye.
5. Abadli bentloko - Amazwi:- Abadli bentloko, abadli bentloko, ima-ndi lenkomo oyoho, oyoho. Incazo kutsho amadoda xa esemgidini utile besidla intloko yenkomo ebixheliwe.
6. Silo - amazwi:- Silo, Ehehe, isilo sam sisigebenga oho sigebenga, Incazo kutsho indoda efuye ngenyoka xa iyitekelisa.
43. Zikona ingoma ezivunyelwa ekusini? Ingoma zonke zenziwa nje. Azenzelwa kusini.
44. Zenziwa ngexesha elinve enyakeni? Ezi zomngungqo ingoma zenziwa ebusika. Imiguyo yenziwa ekwindla. Ezamaggira zenziwa ebusika. Ezekinge zenziwa naninina (ebusuku lelona xesha litandwayo) Ezomtshilo zenziwa xa kutshiliswayo ekwindla kude kubesebusika.
45. Ezingoma lenzelwa nto itile njengemitshato? Ewe, ziko ingoma zemitshato, ezizemidudo.

/46. Zikona.....

s774

K11/40

46. Zikona ezaxa kuvunwa? Ewe, ziko ~~ux~~ zezi zemitayi (indywala) Ingoma zomhala zasentlombeni etywale.
47. Pambi kwemfazwe? Xa kuza kuyiwa emfazweni kombelwa uMagwaza. Enye, "Wayiteta indaba kanti uteta impi."
48. Xa kuliwa? Akombelwa konke xa kusiliwa.
49. Kuyombelwa xa kuzingelwa? Ewe, xa kuzingelwa ingqina kuyombelwa xa kusukwa, ize ke xa kusondelwe kutulwe.
50. Xa kusetyenzwa okanye kuhlakulwa? Ewe, emalimeni kombelwa ezi-zomgubo ingoma. Umtu xa etanda uyombela nayipina ingoma xa esezenza, leyo ayicaceleyo.
51. Xa kuhanjwayo (marching) Ewe, ingoma zokombela xa kuhanjwayo zezi zomguyo.
52. Ezokututuzela abantwana? Ewe, olilili oli mtwana. Sukulila lila mtwana.
53. Eziculwa ngabantu abatile bodwa? Ewe ziko kuba ezi zamaggira zombelwa ngawo odwa.
54. Zombelwa ngamagela abantu? Ewe, abafana banezabo, intombi zinezazo ingoma, namakwenkwe anengoma zawo, amadoda amakulu ombela umhala wona, abafazi bombelela amadoda.
55. Ukona umhlabeli? Ewe, esikhoseni ingoma yonke ihlatyelwa ngumtu atemnye, ukuze balandele ke abanye abantu bangenelele.

### 33. Imidlalo.

#### 1. Imidlalo yabantwana abancinci:-

1. Izigebenga no Hili:- Lo umdlalo udlalwa ngabantwana, babaleke behamba besiti, "Izigebenga zingaka, oHili bangaka" Bati xa bati izigeben a, bapakamise izandla bangcotshe, bazenze bade kangangoko kanti xa bati "oHili" bazenza bafutshane kangangoko umtwana azigobe, azicute azenze mncinci. Logama benza lonto ke bayajikeleza ngesangqa bebambene, bebaleka.

2. Icimbi okanye Imfumbe:- Lo umdlalo kuwo omnye ufumbata ilitye nokuba lukozo lombona, nokuba lelezimba nokuba yingqata yegusha, aye-nzele nemva lonto kungeko ubonayo. Utu ke kulo enza naye, "Kwesipi," ati ke uba uqashile anikwe kuqashise yena kwangolchlobo. Kanti ke ukuba umqashiswa akade aqashe, woquba kusoloko kuqasha lo omnye yena eqashisa.

3. Uchelezi: wenziwa apa pantsi ebeleni. Kurwelwa imigca

/engomacala.....

5774.

engomacala mane. Odlalayoke xx uma paya ekuggibeleni, amana ephosa igilasi, aze amane eyitinta ngonyawo olu, etakataka reyikaba kwezindaw zayo zimacala mane. Utu ukuba uyitintile yaza yatsibela kwisituba esipambili, kutiwe ufile. Xa efile ke kungena omnye.

4. Ungaphela ndikhule:- Xa kuna imvula abantwana bapuma pandle, bakhulule baxhumasehume bemana bepakamisa izandla zimana zibetiswa ezi ntsuleni apa kukwazwa, kusitiwa, "Nqaphela ndikule" ngabo bonke.

5. Isele:- Omnye umdlalo ngowesele. Abantwana baya copa, omnye emva komnye, batu ke kunye bonke, "Naio iseles, emva kwendlu ka bawo, lidla licolacola, siti sakuligxota, liti tsi, gxada, tsi gxada, tsi gxada. Xa batu tsi gxada ke baya tsiba tsiba oku kwesele, belandele-lana.

6. Uhaluhalu:- Omnye umdlalo ngu haluhalu. Umtwana uye ati haluhalu, ubetwa ngubani? impendule yenziwa ngama kwapa ati ngu Yeye. Ati ukubetela ntoni? Ati amakwapa andazi, Nguyeye, nguyeye, nguyeye.

7. Ukuxonxa:- Ngumdlalo wamakwenkwe lo, kodua abantwana abancincungafika nabo besenza amaghophololwana enkomo, nabantu nonopopi abancinci atangachulezwanga popu ukwenziwa.

8. Umatshawe kutatwa incence igotywe ngapambili apa. Iti ke ibekwe endaweni eyehlayo, enengca. Ke uti akwele ityilizwe kwanguye ngenyawo, ebambelele Pantsi, ide isuke ibaleke kakulu iye kuma ezantsi Benza ugqatso ngazo. Kubako nenkuulu ekwelisa abantwana abaninzi. Kusitiwa ukubizwa kwaleyo yibhasi.

411  
412.

9. Ucumbelele kubekwa iminwe (inzipo) yenziwe tsolo pezukwesandla somnye nomnye zide zenze umxokelelo ophakamileyo kuze ke kuntsi kilwan kutiwe cumbelele, cumbelele sabalala batsho bayekane. Kubako abantsi-kilwa ggita kanti koti ngaxa limbi kubeko infabano.

10. 10. Impuku nekati lo ngumdlalo ogheleke kakulu. Kwenziwa isangqa. Konyulwe ikati ezakusukela impuku. Impuku ke iti iphinyele kwesina-nqqa, iti ke yona ikati ihambe ngalomkondo. Xa iwuphosile igqitele kwesinye isituba kuba yona ayivulelwu situba sokupuma, izizamela nzima ivalelwu. Kuvulelwu impuku le. Iti ke yakubanjwa impuku kutatwe abanye, bayeke abo bokujala.

#### Ingoma.

1. "Inja yam!" Amazwi Ipina injam yam encincinci? Ipina injam ipi? Indlebe zimfutshane, umsila mde. Ipina injam ipi?

Ingoma yempuku:- Amazwi Ye luweyo weyo mbiba, yizaluweyo.

/Zitsho.....

Zitsho zonke zilale emvikweni.

Izinto zkudlalisa Ezindlu ezenziwe ngamatye nokuba kungemipa. Amanye amatye enza imoto kwindawo elulwalwa lwamatye. Eminye imipa kwenziwa inkabi zibotshwe ngemitya. Inkomo namahashe nezinja zomdongi bazenzelwa ngaba badadlana, basuke ngokudlalisa ngazo bona. Kwenziwa nembiza zomdongwe kupekwe. Izindlu kuhinwa ingca le inde, kwenziwe amaphempe abati badlale kuwo, bati zizindlu zabo.

## 2. Imidlalo yamantombazana amancinci:-

1. Izinclu zodaka ziyasindwa, kwenziwe imizi. Kulemizike kuhlala onopopi, abenziwe ngemipa nokube kungokuni neziziba. Kulendawo ibubuso kuba lilapi elimhlope, ngasemva kulendawo yenwele ibalelimnyama.

2. Ucumbelele se uchaziwe ngentla.

3. Uchelezi naye bayamenza.

4. Undizena? Lo ngumdlalo ekuti kuzinyelwane omnye abe ngumfuni  
412. emana ekwaza esiti, "Ndize-na?" xa abanye bazimeleyo, bati bakugqiba ukuzimela bati makeze ati akubafumana abengumzimeli naye ati ogale wabongokuya ebefuna ibenguye ngoku ongumfuni.

5. Impumputela:- Lo ngumdlalo olusizi, omnye uyogqunywa abotshwe amehlo ngelapi angaboni. Utu ke amane ephampata efuna abanye, ade abambe omnye. Lowo ubebotshiwe ke kutiwa yimpumputela. Ke odu wabanjwa iba nquye impumputela akululwe lowo ebekade ebotshiwe.

6. Icekwa kumana kubalekwa kuncindwana emana ukuti umtu, "Alinan uti oncindiweyo asukelwe, kutiwe linaye. Ngeliney ixesha icekwa lenziwa emanzini, kumana kuntywilwa kuncindwana.

## 3. Imidlalo yamakwenkwe amancinci:-

1. Umdonwe kuxonxwa inkomo, amahashe nenqwelo kwenziwe nengqalo kwenziwe nengqatso ngalomahash. Inkabi zitsala inqwelo, kubeko nabaghubi. Kwenziwa nebroro emlanjeni.

2. Utinti wenziwa ngentonga. Kumiliselwa induku kwelinje icala Kumanake kuityiselwa landuku, kusukwa ndaweni nye, ngabanye. Omnye akude ayichane, ziposwa ngapaya zonke induku, iti ke ngoku ibe yinto ebucekwa eti ke ngoku umtu ancindwe entloko.

3. Ungcaka omnye wenziwa ngenduku. Kumana kubekwa izandla apa endukwini, kanti ke ote wa ngentla ekugqibeleni, nguye owinileyo. Lo udliweyo ke uyakunqanda. Kuti ke xa odliweyo engavumi ukuya kunqanda agxizwe. Kwenziwe into ekutiwa ligxiza. Olunye uhlobo longcaka

/lwensiwa.....

4/3  
4/4.

Iwenziwa ngokudibana izandla ezi ziphanjaniswe. Omnye uti "Ndilihlanga", omnye ati, "Ndiyimpamba". Uti ke lo ulipamba abe udlide xa izandla zipambene, kanti ukuba zihlangene, lo ulihlanga udlide ke. Odli-  
weyo uyakunqanda inkomo, ati akwala agxizwe.

4. Ikari kudityaniswa izandla, omnye ahlale apa pezukwe ngalo esiti ukwele ekarini.

5. Umdlalo wedipu enye inkwenkwe ipata uswazi iwabete amanye la, iwangenise emlanjeni, Ukuba ayabaleka ayabetwa ade aphoseleke emanzi-ni ngokwenkomo zingena edipini.

6. Ukutiva kutiywa ngezigu ebusika, kutiywe intaka ngeminyiki. Ezintaka ke zityiwa ngokuhlwa zonke emakaya. Imini le zembelwa apa ~~u~~ ecaleni kwesigu.

7. Amaqegu xa koluswayo umtu uqhelisa itole libe liqegu lake. Eloqegu ke xa kugodukwa womana kwela kulo. Kuko amaxesha okuwabaleki-sa ugqatso lamaqegu.

8. Owenduku kuyagulwa, kumana kubizwana, badibane ke ngababini babetane. Utu oqondayc ukuba uyoyiswa ati, "Undikhupile". okanye "Masiyek." Kude kuvele inkwenkwe ekutiwa yinkunzi ke eti iwatuyutye iwabete onke nje ngokuba esiza kuyo.

4. Imidlalo yomtinjana nomlisela:- Imidlalo yamantozbazana aselema-dala yile yenziwa ezimbutweni ukusina, amaqhwangi, ukwenza nokumetsha. Ukusina kuyenziwa ngamakosikazi kanti bonke abantu balonto zintombi. Amaqhwangi ngumdlalo owenziwa endlwini, zintombi zizodwa. Kwenziwa into efana nomkusane, kombelwe, kutshotshwe, kuxhentswe kanti ke pofu akupekwe, izakuti lonto ukumka kwelanga icitakale. Yinto eyelele kwi-ntonjane, pofu kungeko mtu. Kusuke nje, kuxhonywe intente.

Umetsho:- Yinto eqala kwasemakwenkweni, eti yeziwe nangabazali babo bayenzayo ngokwasesi Xhoseni. Apo itsalele kona kusekubeni kode ku-qondwane kutatswane emva kwexesha nje ngendoda nomfazi.

4/4  
4/5.

Imbuto lo nguwona mdlalo upambili elutsheni ekupatelela kuwo isifana kwanentombi ezikulapo ziqalele kona izinto ezinje ngophimiso njalonja! Ikaba yinto ekoyo ukuti xa kuko isisusa, abafana ke batane hlwa, hlwa ukubetana ngenduku, ade acace apo umfo ka bani onesigalo, abageqe abanye kulomdlalo.

5. Imidlalo yabantu abadala (amadoda nabafazi) Eyamadoda kukubekwa kwamaqegu enkabi zenkomo kubonwe elishiya amanye. Abafazi bona

/badlala.....

badlala emigubheni, benze izidlalo zabo.

6. Imiteto yemidlalo:- Abantwana abencinci badlala bodwa, intombi zidlala zodwa, amakwenkwe & adlala odwa kanti nabafana badlala bodwa. Amagela ohluelana pakati kwezingila sesixeliwe. Abantwana bayahlule-lana kwimidlalo yabo.

Amabhaso xa kute kwabukelwa ngabantu abakulu aze umtu abuke, usuke wumbi ampe iye ngokuziva kwake umtwana xa ate wamtanda ukudlala kwake.

7. Abo bangapumeleliyc abatatwa kakubi.

8. Abo bate barumelela bayaxabiseka ke nje ngabantu abenze into eba-lulekileyo.

9. Imidlalc ayenziwa ngamaxesha atile? Ewe, ako amaxesha atile anga-lungileyo ekudlaleni. Xa kuziliwe akudlalwa naxa kungcwatuya.

10. Kuko imidlalo etatwa nje ngeyabantwana? Ewe, eminye imidlalo itatwa njengokuba yeyabantwana. Abona bantu ke bayidlalayo ngabantwana. Eyatbabhingileyo. Iko nemidlalo etatwa ngokuba yeyababbingileyo bodwa engafumane ingenelwe ngabasebuhlanti.

11. Eminye ifunyanwa kwezinye indawo? Ewe, iko imidlalo esuka kwezi-nye indawo. Imisino le kanti uti omnye uvela kwenye indawo. Imilaba-laba le yimidlalo eyayivela eLusuthu, selivangile nje ngoku naxa kuko 415  
416. indawo ezingekayazi konke kwantu apa.

12. Ikona etatwa ngokuba inengqeesho? Ewe, imidlalo etile itatwa ngokuba inengqeesho ebantwaneni. Imidlalo enje ngamaleqe amaqegu, ukudlala induku njalo-njalo. Wonke umtu, kufuneka ayidlale le midlalc ilunge ngengqeesho enayo. Fofuke akulolunyanzelo kumtu oziva engafu-ni kudlala.

#### 34. Ulwazi.

1. Ilanga, Inyanga, Inkwenkwezi:- Ezizinto ngokwakwa Xosa zaziwa ngokuba zadalwa nje ngumDali, ekwakusitiwa ngamaxesha oPalo lo Mdali ngu Qamata. Ute ke ekubeni kungene unqulo lo Tixo oziyu zitatu, zabelwa kuye, ekutini zidalwe nquye nje ngento yonke edaliweyo. uMdali wazo njengoko sekutshiwo ngu Qamata, uNkulunkulu, esiti namhlanje ngu Tixo.

Indlalo yokwenziwa kwazo:- Ilanga lenziwe lasisikanyiso sokukanyisel-i mimi, njengomlilo okanye esibane. Inyanga nenkwenkwezi zona ngumlil-wokukanyisela umhlaba upela ngokuhlwa. Zonke ke zenziwe akuko lucalu-lo lokuba bezizizinto zasebuhlanti (amaduna) okanye ezasendlwini na

/(isifazana).....

(isifazana) bezijongwe nje, njengezidalwa zika Tixo, ekungeko bucule balwazi ngazo.

2. Isizatu umhlawumbi into etetwa kukufipala kwelanga okanykwenyanga.  
Kuko hto yenziwayo? Lento ikukufipala kwelanga, yinto ebidala ubuxoki obuninzi, obuti bakulandwa, bucece ukuba ngulowo nalowo ubesuke azenze isazi, aqashela isizatu esibanga ukufipala kwelanga, kanti yonke lonto uqashela nje, idalwa nangumotuko noloyiko nalo. Bekuye kucingwe ngezifo, indlala nemfazwe, nayipina into enokwenzeka kutiwe lomehlo uba-

4/6

4/7.

ngelwe zezizinto ezizakuhla eluntwini. Akukonto ibisenziwa, ngapandle kokuhlalwa emaxhaleni, apo kute kwako oti, lento ixela oku, nokuya, okuza kuhla esizweni. Akukonto izilwayo xa ilanga lifipele ngapandle kokuba kusukwe kuhlaliwe ezindlwini, ide ibe iyedlula lonto. Yakuba idlule akwenziwa hto. Kodwa ukube, kubeko nqcali iti, lento itela ishlo esizakubako eluntwini, iba ngulowo ahiale elungiselele lonto iza kwenzeka.

3. Amabakala onyanra abangelwa kukutshintsha nokuhamba kwexesha, elenza inyanga. (amashumi amatatu entsuku).

Amagama ezibakalezenyanga:- Isahlulo sesine sokuqale, kutiwa, "Inyanga itwasile".

Ukuza la kwenyanga kutiwa, "Inyangihlangene". Isahlulo sesitatu sesine kutiwa, "Inyan iqekokile." Isahlulo sokuggibela sesine kutiwa, "Inyanga ifile" Ewe, izibakala zenyanga ziyaqwalaselwa. Intsuku ziba-lwa pakati kokutwasa nokufa kwenyanga. Uno bangela wolu balo:- Kalokwakuyindlela ekubalwa ngayo inyanga le kwa Xosa, nekugcinwa ngayo ~~xm~~ amaxesha (Calendar). Ewe, izulu liyasetyenzwa ngalamabakala enyanga, kuba ukufa kwenyanga silindela inqwitel, imvula njalo - njalo, kanti yakuquba ukuhamba inyanga silindela ukuba liza kuzola. Ewe, ziko izinto ekufuneka zingenziwa ukufa nokutwasa kwenyanga. Abantu base-tyini baya exesheni (enyangeni) zeke kufuneke beke bawazila amasi nge lotuba. Kufuneke beke bawazila namadoda xa bekulomeko. Enye into umtu akanako ukufumana atate uhamba olude engazilungiselelanga kuba ezinkitiko nemvula zingamenzakalisa ukufa kwenyanga.

4/7

4/8.

4. Amagama enkyenkwezi nozilimela:-

- |                   |                                  |                     |
|-------------------|----------------------------------|---------------------|
| 1. Ikwezi.        | 2. UCelizapolo.                  | 3. Imbalubusuku     |
| 4. Incandubusuku. | 5. Isoka lasekunene.             | 6. Isoka lasekohlo. |
| 7. UCanzibe.      | 8. Isilimela.                    | 9. Amaroza.         |
| 10. Umgca.        | 11. Inkwenkwezi entshontsholozi. |                     |
| 12. Umnvele.      |                                  | /Ingqwalaselos..... |

Ingqwalasel o yenkwenkwezi:- Ewe, inkwenkwezi ziyaqwalaselwa, nama-xesha ezipuma ngawo emva kokuba ilanga litshonile ayaziwa aye enento ateta yona eluntwini. Umzekelo ucelizapolo lelikwezi lipuma xa kusengwayo ngoratya, lifane nomtu ocela izapolo ezizisengwayo, kuba lipuma ukusengwa kwenkomo.

5. Umgca (Comet) Umgca waziwa njengenkwenkwezi eza nesifo, imfazwe, indlale okanye nayipina into ilindelekile xa ite yabonakala. Yinkwenkwezi enku lu enomsila, indalo etsho kuyo apa iyinike isitunzi kwezinye inkwenkwezi nangenxa yokungaqeleki ukubonakala.

Inkwenkwezi entshotsholozi yona itatwa njengesikanyiso sezulu nje, njengokuba idawuza ingumlilo obinzayo. Umbane yinto eyoyikwayo ngabantu bonke (eklonipekileyo) kuba xa ubonwa umenyeza, kutiwa, "Kuteta inkosi." Inte ke leyo efuna lonke uluntu luzole lungawasazeli, kuba kuteta umtu omkulu, uSonini-nanini.

Ukududuma kwezulu kufana nombane ukuhlonipeka kwalo, kuba kutiwa, "Kuteta inkosi".<sup>418</sup> Abantu baye bati ukuyiteketisa lento ilizulu, "Kukugoqoza kwenqwelo zakulo Mosisi,"" Inqwelo zasezulwini ke ezo.<sup>419</sup>

Umnyama wona sisihombiso sezulu esibonakala ukupela kwemvula. Ngumxolisi wezulu elinemvula. Zonke ezizinto ziteta into eluntwini apa.

6. Imvula:- Itatwa njengento etunywe ngu Nkulunkulu ukuze kusipa amanzi okusela, nokuba sibe nokulima sipile emhlabeni. Kuke ke nemvula ezimbi - izitshi, izipangc, amaqwa, onogumbe. Nokoke ezi intlobo azitandwa, zinga ewayitelwa nga kangako luluntu. Kuti ke kuba zitunye lwa mtu mnye oPezulu, sinyamezele, singakalazi. Isiqeló semvula asinto ike wakale emaveni omtu. Kusuke kutiwe nje yadalwa ukudalwa kwezizwe ukuba ute nento yokuwuncenceshela. Abenzi bemvula:- bako abantu abaziwa nje ngabantu bemvula. Abantwa aba imvula ibisiya kucelwa kubo mandulo, njengokuba kuko amaccege (Kwanezinye izizwe) eziti zakushukuma ukuba nezisusa, kanti lutunukala izulu, ine.

Izenzo zabantu kwelixeshaa lengqoboko inkohlakalo kutiwa iyayinqanda imvula kuba kaloku ezinto ezimbi ziqumbisa umDali lo ungumniyi mvula. Ezilweni ke noko akuko nto injalo kuba zizilwanyana ezingenangqondo ingangeyantu zona.

Amatatalahoyi axa kuna imvula:- Akukonto yenziwa ngokungummiselexa kuna imvula ngapandle kokuba lowo nalowo uyavuya kuba ezakulime, ngapaya koko lowo nalowo, azikusele ekuneteni kwesiqa sake, nezindlu /zake.....

s774

K11/40

zake, ezingati ziwiwe yimvula leyo.

- Emva kwemvula:- Kuba ngu bazalala amadoda alime amasimi awo.  
 419  
 420. Akuko zinto zihlonitshwayo emva kwemvula kuba kufike itamsanqa elibe lifunwa ngumtu wonke.

7. Inkolo namabalana:- Ngokuqaleka nokudaleka komhlaba. Indalo yomhlaba lo iti esibalweni, wadalwa ngu Tixo, waza wabeke kuwo abantu, nezilwanyana zonke zomhlaba. Tina ke bantu, sikolelwa kulonto.

Amabali:- Esiwaziyo ngawemfazwe x zakudala apa emhlabeni, ukuhla selwa kwabantu zingonyama, amabali abahambi, awokubizwa kwabantu ezi-zibeni, awengqhina namapulo, intsomi njalo - njalo.

Ulwandle ngumlambomkulu oginya yonke imilambo yomhlaba. Ladalu ngu Tixo nalo kwanezalo izilwanyana, xx ozintlanzi, iminenga, orebe, njalo - njalo.

Amabali esiwaziyo ngawabantu abemke nolwandle, bedada, bequba, beloba, njalo.

Intaba kutiwa zidaleke emva konogumbe ka Nowa, xa axanzi ati ukweta kwavo atata umhlaba, adala izigingqi (intili) kwadaleka ke intiba kwindawo ezite azanyibilika. Pambi koko kutiwa umhlaba wawute tyala wonke ungenazintaba.

Imbalu kudale ibizindawo zokunqula nokwenza amadini intaba ezi, njengoba zizindawo ezipakamileyo, ezisondeleyo ku Nkulunkulu. Xa kufunwa imvula bekusiyiwa entaben, kuqutyudwe kona, kunqulwe.

Imilambo namacibi:- Ezizinto zadalwa njengento yonke, nqo Pezu konke.

- Amabali esiwaziyo ngawokumka komtu emilanjeni, nokubizwa ezizibeni. 420  
 421. Isiziba yindawo ehlala abantu bomlambo, ingwenya. Yindawo ekuyiwa kuyo ngabantu abatwaseyo. Amacibi ke noko wona akanambali, ipu ayafana nemilambo ngengozi zokubizwa nokutwasela amaggira.

Amadini:- Ayafana namacibi.

Imitombo:- Kulapo iliso lomlambo likona Idalwe ngu Mdali nayo.

Amabali:- Umtombo uyasola, kuba keloku umtombo waziwa ngokuba liliso elihlala icanti (inyoka).

Amagama omhlaba selexeliwe kwisiqingata esiteta nqeli lizwe (Section Country) Kukwargokunjalo nasezintaberri.

Izibongo:- Azinazibongo intaba zelilizwe kwanemilambo njalonjalo.

Amabali ngazo:- Intaba ye Mvumelwano kulapo kwakuvunyelwana

/kona.....

kona ngemida zinkosi oBushula nomcakumbana kwanezinye, beboniswa yimantyi oka Kamekile (Charmichael) yatiywa ngeligama ke kuba kuvunyelwene ngemida leyo.

8. Umlilo:- Umlilo waqala kukufundwa kwintlanga zamandulo. Wawuse-nziwa ngenduku etile, nangokukanda amatye, idosha, necwilika.

9. Imitetò yomlilo:- Umlilo njengento enegozi unomteto kubantwana abancinci, nabakasayo kuba kufuneka bagcinwe bangadlaleli kuwo. Akufuneki kufumane kutshiswe ngamaxeshka embalela.

10. Zikona indawo orgavunyelwe kuzo umlilo? Ewe, indawo ezenileyo akufuneki mlilo kufupi nazo. Awufuneki endlwini apo lungeko ziko.

11. Ikona imililo engenakugcinywa? Ewe, iko imililo engenakugcinywa mtu, edalwa ngabantu abafunde ubugqi, eti ke ukuze igcinywe, ilungele kwabona abenzi bayo ebo.

12. Itshiswa naninina imililo? Hayi, kodwa kona xa kusiliwa imfazwe umlilo awufumane wenziwe naninina, kuba kusoyikelwa ukubonwa lutshaba.

13. Zikona inkuni ezingabaswayo? Ewe, inkuni zomti odlalwe yinkosi azibasma.

14. Kuko zinto zinenziwayo emlilweni okanye ecaleni komlilo? Akufuneki umlilo openjwe endlwini uba ucinywe ngamanzi. Akufuneki umtu atafele emlilweni kuba angadumba isibunu. Akufuneki ukuba intusi okanye amasi atshiswe emlilweni.

15. Izikuni zivatatwa kuyekubenja ngazo? Ewe, yiyona ntc yenziwayo ukutatwa kresikuni esivutayo kuyo kudenja ngaso kwenye indawo okanye komnyo umzi.

16. Kufuneka umtu atsibe pezu komlilo? Hayi, asililo siko ukutsiba umlilo. Isiko liti umtu, makajikele ngapaya komlilo angatsibi. Xa kubonakala uba kuko imbiza etshayo uyacinywa kodwa akufuneki ucinywe ngamanzi ngokwesiko lakantu.

17. Yahlukile imililo le? Owenziko? Owamadoda cd.a? Ewe, imililo yohlukile yona, uko umlilo weziko uko owamadoda odwa (umlilo owotiwa ngamadoda xa abaliselana amayo) uko obaswa etontweni. Kanti ke uko nalo utshisa ngengozi, ozeke upuncuke ngengozi waza wanwenwezela, ude ngelinje ixesha utshise ilizwe, intlanti, imizi, nempahla yabantu njalo - njalo.

18. Indlela yokota:- Amadoda arangqa iziko kwelicala lawo (ngasekohlo xa umi emnyango ujongo entla) Abafazi baka izitanga kweli labo /icala.....

s774

K11/40

icala (emva kocango) Amadoda ayangxata ukota kwawo. Ewe, ukota  
 kuhlaliwa ngokobudala babantu kuba abantwana bahlala ngelicalal lomnya-  
 422. 423. ngo bona (liya umsi).

19. Kucingwa ntoni ngomsi? Umsi asinto inanto iteni. Kodwa xa umtu  
 egodole, kuye kutiwe nomsi ulungile uke umfixe, uzokunikupa ingqele.  
 Ngamaxesha akudala, kube kuti xa kwenziwa amadini kanti koqondwa ngo-  
 kuti umsi uti ju, unqale pezulu, xa idini lomtu lamkelekile ku Tixo.  
 Yinto ke popfu edala ungcume, kumtu chleli endaweni enawo, nokuba wo-  
 tile, nokuba upekile apo.

423 424.	<u>Amagamaabantu</u>	<u>Apo bahlala kona.</u>
1.	Julius Makalima	Bonke ababantu bahlala
2.	Girdwood Soga	apa eSidwadweni, Silverdale,
3.	Chairman Jack	Umtata.
4.	Ngonyolo Ngambu	
5.	Mahlinza Mazitshana	

Kwicala lamakosikazi ngu:-

Gertrude Makalima	Bahlala apa kwase Sidwadweni,
Mina Ntanjana	Silverdale, Umtata.
Mamikume Dayimani	

Ke bonke ababantu batı bayifumana lencazelo komhakulu nako..  
 Koko babo njalo - njalo.

Zinkosi lonke elixesha bendizama ndide ndaggiba ke ngoku zinko-  
 si zam.

ENDS S774.